Egameni lika-Allâh, USolubabalo, uSozinceba.

I'KUR'AN EZUKILEYO

Inguqulela nengcacisa yesixhosa

Translators:

Imaam ismaaeel Ngqoyiyana

The meaning of the Noble Quran

(Translated into isiXhosa)

ISLAMIC DAWAH MOVEMENT

of Southern Africa

Durban, South Africa

ISICELO KUBALESI BETHU

UMBUTHO WE-ISLAMIC DAWAH MOVEMENT WASEMAZANTSI EAFRICA (IDM), uye wazama ngenkathalo enkulu ukuvelisa ikopi ye'Kur'-an eZukileyo engenampazamo kangangoko unako ekuyiguquleleni kwayo kulwimi lwesiXhosa.

Siya kuyibulela kakhulu into yokuba abalesi bethu basazise ngazo naziphi na iimpazamo zopelo magama gwenxa nokuba zezaluphi na uhlobo ezithe zangabonwa ngabaphengululi bethu kule nguqulelo yolu shicilelo.

The Editorial Board
IDM Publications Unit
Islamic Dawah Movement of Southern Africa (IDM)
P.O.Box 48009, Qualbert, 4078, Durban,
South Africa
Tel: (+27-31) 304-6883
Email: dawah@idmsa.org
www.idmsa.org

AN APPEAL TO OUR READERS

The Islamic Dawah Movement of Southern Africa (IDM) has devoted its best efforts to produce an error-free copy of this edition of the Holy Quran translation into the Setswana language.

We would greatly appreciate it if our readers inform us of any typographical or any other errors that may have escaped our proof readers in the translation of this edition.

The Editorial Board
IDM Publications Unit
Islamic Dawah Movement of Southern Africa (IDM)
P.O.Box 48009, Qualbert, 4078, Durban,
South Africa
Tel: (+27-31) 304-6883
Email: dawah@idmsa.org www.idmsa.org

Published by: IDM Publications
Islamic Dawah Movement of Southern Africa (IDM)
+27 31 304 6883
dawah@idmsa.org
www.idmsa.org
Instagram/ Facebook/ YouTube @idmsa

Printed by: Impress Investments
Durban, South Africa
+27 31 2632755
www.impressweb.co.za

Title: I'Kur'an Ezukileyo Inguqulela nengcacisa yesixhosa

(The meaning of the Noble Quran Translated into the Xhosa Language)

Languages: isiXhosa

Translator: Imaam Ismaaeel Ngqoyiyana.

Proofreaders: Shaikh Ismail Gqamane
Shaikh Jamiel Kobus

ISBN: 978-0-7961-1974-2
1st Print: October 2012 Zul Hijjah 1433
2nd print: January 2025 Rajab 1446

IDM Publications is a division of the:
ISLAMIC DAWAH MOVEMENT *of Southern Africa* IDM)

PUBLISHER'S NOTE

In the name of Allah, the Beneficent, the Merciful. All Praise is due to Allah, the Cherisher and the Sustainer of the Universe. May peace and salutations be upon our Prophet Muhammad(s), his family and companions.

"THE QURAN"

"*The Quran*" is the Quran in the original Arabic language. The beauty of the Quran, in its meaning, in its reading, and its recitation, is the beauty of the Quran in the Arabic language. Nothing can substitute that.

Its translation into the various languages of the world, like this in the Yao language in Southern Africa, is therefore a mere shadow of the grandeur, nobility, beauty and elegance of the Quran in its original Arabic language.

A translation of any book from one language to another loses a substantial portion of its meaning. More so with the Quran.

Therefore, my dear Xhosa readers, your attempt to understand the Quran by this Xhosa translation is highly laudable, because by implementing the pearls of the Quran, you have embarked on a journey of self discovery and self development and closeness to your Creator; as millions before you have done, including this humble servant.

But also remember in the light of the above statement, that this will be only the beginning of your journey. Hopefully it will be a stepping stone towards the understanding of the Quran in the Arabic language;

and therefore acquiring the gems of Islam, its instructions for a correct and noble way of living, and its guidance and wisdom, from none other than the Quran in the original Arabic language, Insha Allah.

==========

Xhosa is the language of the Xhosa people based on the East Coast of the Southern tip of Africa. The Xhosa tribe is the second largest tribe in Southern Africa, and the Xhosa language is the second most popular spoken language in South Africa, after Zulu. Xhosa is the mother tongue of about 18% of the current 50 million South African population. About 9 million people speak this language. It is an official language in the new democratic South Africa. To date there has not been a Xhosa translation of the Quran, and therefore this attempt is historic.

==========

Guided by its own commitment to serve the Quran, the Islamic Dawah Movement Publications Unit undertook this tremendous and honorable task of the translation of the Quran into the Xhosa language, Alhamdullillah (praise be to Allah).

Allhamdulillah, this translation of the Glorious Quran into the Xhosa Language is the culmination of tremendous efforts of many individuals committed to presenting Islam in its pristine purity to the general public. The Islamic Dawah Movement of Southern Africa (IDM) acknowledges with appreciation the efforts of all those individuals who helped produce this monumental translation.

It is heartening and inspiring to witness the elucidation of Islam from none other than its original source, the Glorious Quran, into the Xhosa language; and transmitting, in Xhosa, Islam's life-giving articles

of faith, its life-sustaining teachings and its life-enriching world view in a manner best suited to the Xhosa-speaking and Xhosa reading public.

May Allah accept this humble effort of ours. We beseech His help, and ask for His forgiveness. And all praise belongs to Allah the Lord of the Worlds.

May Allah accept this humble effort of ours. We beseech His help, His guidance, His mercy and His forgiveness. And all praise belongs to Allah, the Lord of the worlds.

==========

Dr. Ebrahim Dada
Chief Executive Officer
Islamic Dawah Movement of Southern Africa (IDM) Durban, South Africa
October 2012 – Zul Hijjah 1433

MUSLIM JUDICIAL COUNCIL (SA)

HEADQUARTERS:
DARUL ARQAM
20 CASHEL AVENUE
ATHLONE 7764
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA
TELEPHONE: (021) 684 4600

WEBSITE: http/www.mjc.org.za
EMAIL: idaarah@mjc.org.za

POSTAL ADDRESS:
P.O. BOX 38311
GATESVILLE 7766
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA
FACSIMILE: (021) 696-5154

To Whom It May Concern

22 August 2011/ 22 Ramadhaan 1432

Letter of Confirmation

We greet you with the Universal greetings of Peace and Pray that this letter reaches you in the best of Health by the Grace of the Almighty.

The Muslim Judicial Council (SA), the religious authority of the Muslims in South Africa is proud to be associated with the first ever Xhosa translation of the Holy Quran.

We wish to compliment the Islamic Da'wah Movement for undertaking such a momentous task to ensure that the indigenous people of our country can read and understand the Holy Quran in their own language.

It is with great pride as MJC to mention that our members are directly involved in this wonderful Xhosa translation works. These MJC members are Imam Ismaa eel Nqoyiyana, Sheikh Ismail Gqamane and Sheikh Jameel Kobus.

We pray earnestly that Allah (the Most Sublime) reward all those involved in this noble task, the initiators, the funders, the translators and the publishers and shower them with His Blessings and let this translation be a source of Guidance to the people of the Land.

Yours in the Service of Islam

K. Kariem

P.P Moulana Abdul Khaliq Allie
Secretary General

EST. 1945 MUSLIM JUDICIAL COUNCIL (SA)

FOREWORD

In the name of Allâh, the Beneficent, the Merciful. All praise is due to Allâh the Cherisher and the Sustainer of the universe. May peace and salutations be upon our Prophet, Muhammad (s), his family and all his friends.

The Xhosa translation of the Qur'ân is meant to make the message of Allâh, Glory be to Him, to be understood by the Xhosa speaking people just as it is the same to other ethnic groups regarding their translations. This is done in order to make a person able to contemplate, as well as easily follow the teachings and the commandments of Allâh as written in the Qur'ân. Nevertheless, it shall always be a responsibility of every Muslim person to learn, acquire and master the knowledge of the Arabic language, as it is the language in which the Qur'ân was revealed because the Qur'ân is the Qur'ân in Arabic not the translation. The translation of the Qur'ân into any language is merely a close rendering of the meaning of what it implies but not exactly what Allâh says in Arabic.

For many years in the past in South Africa the message of the Qur'ân was available only to the English speaking public. Very few Xhosa speaking people could be able to read and understand it properly.

The majority of the Xhosa speaking people up until now unfortunately are people who are not fully literate due to the systematic deprivation imposed on them by their colonizers, as a result of that our people cannot read and write English. The sad thing about this is that the vast information on Islam is mainly available in English. There are very few religious books that are written in the vernacular.

We cannot ignore the fact that in spite of such condition there is also another group who cannot read and fully understand English but

wish to be perceived as though they were versed in it, since speaking English these days is considered to be progressive and intelligence, anyone who cannot is regarded as someone who is behind and backward. This belief causes this group to refuse anything written in Xhosa, they would rather struggle and stammer reading English which they do not understand.

That will never yield good results except guessing and conjecturing. Good behaviour and good deeds will never improve on their part whereas the Holy Prophet Muhammad (s), May Allâh Sub-hânahu wata ʻâlâ bless him and grant him peace, said he came to improve the character of man when he was asked what was his mission on earth.

By saying this we are encouraging people to learn their mother tongues, instead of loving and cherishing the languages of other ethnic groups above their respective languages if they wish to be respected and honoured by others.

We the Xhosa speaking Muslims owe gratitude to Allâh, Sub-hânahu wata ʻâlâ for the Islamic Da'wah Movement which took it upon its self to have this Holy Scripture (Qur'ân) translated into Xhosa.

We cannot thank Allâh enough for such a noble deed on the part of the Islamic Da'wah Movement. May Allâh ʻazza wajall bless IDM and those who support and make it grow from strength to strength and continue helping those in need among the members of our ummah.

We beseech Allâh to accept the translation, the printing and the distribution of this Scripture and may He grant us all who will read it, and act on it, guidance and forgiveness of our sins.

Ameen.
Imaam Ismaaeel Ngqoyiyana
Translator

IMBULAMBETHE

Egamaeni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba. Iindumiso zonke mazibe kuAllâh, iNkosi, uMlondolozi wamaphakade. Lwanga uxolo neentsikelelo zika-Allâh lungaphumla phezu koMprofeti wethu uMuhammad, phezu kosapho lwakhe naphezu kwabo bonke abo bamlandelayo.

Inguqulelo yesiXhosa ye'Kur'ân isekelezelwe ekubeni yenze umyalezo ka-Allâh Ozukileyo uvakale kubantu abantetho yabo isisiXhosa njengoko kunjalo nakwezinye iintlanga mayela neenguqulelo zeelwimi zazo. Oku kukulungiselela ukuba umntu akwazi ukucamngca, alandele kalula iimfundiso nemiyalelo ka-Allâh ebhalwe kwi'Kur'ân.

Nakubeni kunjalo kuya kuhlala kuluxanduva kumntu ngamnye oliMuslim ukuba alufunde alwazi ulwimi lwesiArabahu njengoko ilulwimi eyatyhilwa ngalo olo ngenxa yokuba i'Kur'ân yi'Kur'ân kuphela ngolwimi lwesiArabhu hayi ngenguqulelo yalo naluphi na ulwimi. Ukuguqulelwa kwe'Kur'ân kolunye ulwimi kukunika nje intsingiselo esondeleyo koko ikuthethayo kodwa ingekuko ngqo oko kutshiwo nguAllâh ngentetho yesiArabhu kwi'Kur'ân.

Iminyaka emininzi egqithileyo eMzantsi Afrika umyalezo we'Kur'ân ubuxhanyulwa ngabantu abathetha isiNgesi kuphela. Ebembalwa kakhulu amaXhosa abenokuthi akwazi ukuwufunda awuqiqe kakuhle umyalezo we'Kur'ân.

AmaXhosa amaninzi kude kube ngoku ngelishwa ngabantu abangenamfundo ibhekele phi ngenxa yembandezelo ayenzelwa ngurhulumente wobandlululo wangaphambili. Ngenxa yeso sizathu ke abantu bethu abakakwazi ukufunda nokubhala isiNgesi.

Into ebuhlungu kukuba ulwazi oluninzi lwenkolo yeIslam kuluntu lwaseMzanti Afrika lusafumaneka ubukhulu becala ngolwimi lwesiNgesi kuphela. Zimbalwa kakhulu iincwadi zenkolo ezibhalwe ngolwimi lomthonyama.

Masingayishiyi kananjalo nento yokuba phantsi kwaloo meko injalo kukwakho neqela labantu abathile abangasaziyo isiNgesi kodwa benqwenela ukuba bajongeke njengabasaziyo ngenxa yokuba ukuthetha isiNgesi kule mihla siphila kuyo kuthatyathwa ukuba kuyinkqubela phambili, ongasaziyo ujongwe njengomntu osesemva.

Le ngqiqo ibangela ukuba eli qela lingafuni ukufunda nantoni na ebhalwe ngesiXhosa lixolela ukufifiyela isiNgesi elingasivayo nakusiva nto leyo ingekhe ize naziqhamo ezizizo ngaphandle kokuqikelela noqashqash. Isimilo nezenzo zabo ngekhe ziphucuke nangona uMprofeti oNgcwele uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh lube phezu kwakhe, wathi xa wayebuzwa okokuba uze kwenza ntoni na ehlabathini waphendula wathi uze kuphucula isimilo sokuziphatha komntu.

Xa sitshoyo sikhuthaza abantu ukuba mabafunde iilwimi zabo zenkobe bangathandi iilwimi zezinye izizwe bazingce ngazo ngaphezulu kweelwimi zabo ukuba bayakufuna ukuxatyiswa nokuhlonitshwa zezinye.

Thina maMuslim antetho isisiXhosa simele ukumbulela uAllâh Subhhânahu wata ‘alâ ngombutho weIslamic Da‘wah Movement othe wathabathela kuwo uxanduva lokuguqulelwa kwesi siBhalo siNgcwele (i’Kur’ân) esiXhoseni. Sibamba ngazibini kuyo iIslamici Da’wah Movement of Southern Africa.

Wanga uAllâh ‘azza wajallah Angayisikelela iIDM ndawonye nabo bayixhasayo yande ikhule ihlale inika uncedo eluntwini.

SiyaMcela uAllâh kananjalo ukuba Amkele ukuguqulelwa kwesi siBhalo esiXhoseni nokushicilelwa kwaso, Asiphe isikhokelo sonke thina baya kusifunda Asixolele neziphoso zethu.Amiin.

Imâm Ismaaeel Ngqoyiyana
Translator

ILIZWI LOMPAPASHI

Egamaeni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba. Iindumiso zonke mazibe kuAllâh, uMlondolozi noMondli wamaphakade, lwanga uxolo nemibuliso ingaba phezu koMprofeti wethu uMuhammad (SAW), phezu kwabendlu yakhe nakubalandeli bakhe.

Alhamdulillâh (iindumiso mazibe kuAllah), le nguqulelo ye'Kur'ân ezukileyo yolwimi lwesiXhosa iyintlanganisela yemizamo emikhulu yabantu ngabantu abazinikeleyo ekuvakaliseni i-Islam ngendlela yayo enyulu kuluntu ngokubanzi.

IsiXhosa lulwimi lwesizwe samaXhosa esizinze kwincam yamazanntsi eAfrika. Inkaba yesizwe samaXhosa ikwiphondo laseMpuma Koloni. Nakubeni kunjalo, abantu besi sizwe kungoku nje bafumaneka kwiimbombo ezininzi zoMzantsi Afrika, ingakumbi eNtshona Koloni. Iindwalutho ezimbini ezaziwayo ehlabathini eziphuma kwesi sizwe, phakathi kwezininzi, ngumongameli wokuqala woMzantsi Afrika owanyulwa ngokwentando yesininzi, uGqirha Rholihlahla Nelson Mandela; owesibini yingqondi yenkokeli nembongi, uGqrirha Thabo Mbeki, owaba ngumongameli wesibini woMzantsi Afrika omtsha wentando yesininzi. Isizwe samaXhosa sisizwe sesibini ngokuba nabantu abaninzi eMzantsi Afrika, kananjalo ulwimi lwesiXhosa lulwimi lwesibini kwezona zithethwa kakhulu eMzantsi Afrika, emva kwesiZulu. Abantu abantetho yabo isisiXhosa ngoku bafikelela kwi-17% kwizigidi ezingama-48 zabantu bomzantsi Afrika. (Oko kuthetha ukuthi malunga nezigidi ezisibhozo) zabantu zithetha olu lwimi.

==========

(IsiXhosa) lolunye lweelwimi ezilishumi elinanye ezisemthethweni kuMzantsi Afrika omtsha wedemokhrasi. Inani elingako ke lenza kube yimfuneko ukuba kubekho inguqulelo ye'Kur'ân yesiArabhu kolu lwimi. Ukuza kuthi gaa ngoku akukabikho nguqulelo ye'Kur'ân ngoko ke eli linge yimbali (enkulu).

==========

Le nguqulelo iye yaphengululwa ngumbutho weMuslim Judicial Council, umbutho wezazi zeIslam eziphezulu eNtshona Koloni, nezona ziphambili kuMazantsi eAfrika. Icandelo lezopapasho le-Islamic Dawah Movement (IDM), ikhokelwa kukuzinikela kwayo ekuboneleleni uluntu nge'Kur'ân, ithabathele kuyo olu xanduva lukhulu kangaka nangokusebenzisana kunye neMuslim Judicial Council (MJC) iye yawufeza lo msebenzi uxabisekileyo. Alhamdullillâh (Makadunyiswe uAllah).

Kwenza imvakalelo entliziyweni ukubona ukucaciswa kweIslam kungaphumi ndaweni yimbi ngaphandle kwasemthonjeni wayo wemveli, i'Kur'ân ezukileyo kulwimi lwesiXhosa, nokuvakaliswa kwemithetho siseko yeIslam enika ubomi, neemfundiso ezigcina indalo, zityebise nembono yehlabathi ngendlela efanelekileyo kuluntu oluthetha nolufunda isiXhosa.

Umbutho weIslamic Dawah Movement, wamkela ngombulelo iinzame zeMJC nabo bantu bathe bancedisa ukuvelisa le nguqulelo yembali engenakulityalwa.

Iindumiso nemibulelo ifanele uAllah, iNkosi noMlondolozi wamazwe.

Wanga uAllah Angawamkela lo mzamo wethu uthobekileyo. Sicela uncedo lwaKhe, sicela netarhu kuYe.

==========

Dr. Ebrahim Dada
Chief Executive Officer
Islamic Dawah Movement of Southern Africa (IDM) Durban, South Africa
October 2012 – Zul Hijjah 1433

IMBULAMBETHE

Egamaeni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba. Iindumiso zonke mazibe kuAllâh, iNkosi, uMlondolozi wamaphakade. Lwanga uxolo neentsikelelo zika-Allâh lungaphumla phezu koMprofeti wethu uMuhammad, phezu kosapho lwakhe naphezu kwabo bonke abo bamlandelayo.

Inguqulelo yesiXhosa ye'Kur'ân isekelezelwe ekubeni yenze umyalezo ka-Allâh Ozukileyo uvakale kubantu abantetho yabo isisiXhosa njengoko kunjalo nakwezinye iintlanga mayela neenguqulelo zeelwimi zazo. Oku kukulungiselela ukuba umntu akwazi ukucamngca, alandele kalula iimfundiso nemiyalelo ka-Allâh ebhalwe kwi'Kur'ân.

Nakubeni kunjalo kuya kuhlala kuluxanduva kumntu ngamnye oliMuslim ukuba alufunde alwazi ulwimi lwesiArabahu njengoko ilulwimi eyatyhilwa ngalo olo ngenxa yokuba i'Kur'ân yi'Kur'ân kuphela ngolwimi lwesiArabhu hayi ngenguqulelo yalo naluphi na ulwimi. Ukuguqulelwa kwe'Kur'ân kolunye ulwimi kukunika nje intsingiselo esondeleyo koko ikuthethayo kodwa ingekuko ngqo oko kutshiwo nguAllâh ngentetho yesiArabhu kwi'Kur'ân.

Iminyaka emininzi egqithileyo eMzantsi Afrika umyalezo we'Kur'ân ubuxhanyulwa ngabantu abathetha isiNgesi kuphela. Ebembalwa kakhulu amaXhosa abenokuthi akwazi ukuwufunda awuqiqe kakuhle umyalezo we'Kur'ân.

AmaXhosa amaninzi kude kube ngoku ngelishwa ngabantu abangenamfundo ibhekele phi ngenxa yembandezelo ayenzelwa ngurhulumente wobandlululo wangaphambili. Ngenxa yeso sizathu ke abantu bethu abakakwazi ukufunda nokubhala isiNgesi.

Into ebuhlungu kukuba ulwazi oluninzi lwenkolo yeIslam kuluntu lwaseMzanti Afrika lusafumaneka ubukhulu becala ngolwimi lwesiNgesi kuphela. Zimbalwa kakhulu iincwadi zenkolo ezibhalwe ngolwimi lomthonyama.

Masingayishiyi kananjalo nento yokuba phantsi kwaloo meko injalo kukwakho neqela labantu abathile abangasaziyo isiNgesi kodwa benqwenela ukuba bajongeke njengabasaziyo ngenxa yokuba ukuthetha isiNgesi kule mihla siphila kuyo kuthatyathwa ukuba kuyinkqubela phambili, ongasaziyo ujongwe njengomntu osesemva.

Le ngqiqo ibangela ukuba eli qela lingafuni ukufunda nantoni na ebhalwe ngesiXhosa lixolela ukufifiyela isiNgesi elingasivayo nakusiva nto leyo ingekhe ize naziqhamo ezizizo ngaphandle kokuqikelela noqashqash. Isimilo nezenzo zabo ngekhe ziphucuke nangona uMprofeti oNgcwele uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh lube phezu kwakhe, wathi xa wayebuzwa okokuba uze kwenza ntoni na

ehlabathini waphendula wathi uze kuphucula isimilo sokuziphatha komntu.

Xa sitshoyo sikhuthaza abantu ukuba mabafunde iilwimi zabo zenkobe bangathandi iilwimi zezinye izizwe bazingce ngazo ngaphezulu kweelwimi zabo ukuba bayakufuna ukuxatyiswa nokuhlonitshwa zezinye.

Thina maMuslim antetho isisiXhosa simele ukumbulela uAllâh Subhhânahu wata ‘alâ ngombutho weIslamic Da’wah Movement othe wathabathela kuwo uxanduva lokuguqulelwa kwesi siBhalo siNgcwele (i’Kur’ân) esiXhoseni. Sibamba ngazibini kuyo iIslamici Da’wah Movement of Southern Africa.

Wanga uAllâh ‘azza wajallah Angayisikelela iIDM ndawonye nabo bayixhasayo yande ikhule ihlale inika uncedo eluntwini.

SiyaMcela uAllâh kananjalo ukuba Amkele ukuguqulelwa kwesi siBhalo esiXhoseni nokushicilelwa kwaso, Asiphe isikhokelo sonke thina baya kusifunda Asixolele neziphoso zethu.Amiin.

INTSHAYELELO

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba, ekunguYe ekubhekiswa kuYe lonke unqulo neendumiso. Siyambulela uAllâh, uSobunganga, uSomandla, nabathunywa baKhe, Siyambulela uAllâh, ekunguYe Yedwa uMdali, Ophila ngonaphakade, uMxoleli, ngokusikelela uluntu namaphakade onke ngenkokeli yehlabathi uMuhammad (Wanga uAllâh Angamsikelela amphumlise ngoxolo).

Xa sijonga okusingqongileyo, siphawula okokuba isizwe ngasinye sineengxaki simcela kananjalo okokuba Asikelele, Aphumlise ngoxolo bonke abaProfeti mayela nokuphila, iimpixano, urhwaphilizo, ulwaphulo mthetho, okusingqongileyo kudinga ukhuseleko, ukuziphatha ngesimilo esiphantsi okuthande ukuligqiba lonke eli. Siphawula kananjalo okokuba abantu bakutyeshele ukunqulwa koMdali, ukanti naxa bemnqula, bayamanisa amahlakane kuYe.

Kukho iinkokeli zopolitiko nezakwalizwi eziphila ngobunewunewu,zifumbe ubutyebi, zidala okanye ziququzelela impixano egameni le'democracy. Oorhulumente abaligcuntswana barhwaphilizela kubo izinto ezibubuncwane (zamazwe abo) yaye oko bakwenza ngogonyamelo nangetshova, ngaloo ndlela bakwazi ukulawula ngozwilakhe baphathe izigidi zabantu (ngegqudu).

Xa siqwalasela emva kwiinkulungwane ezisixhenxe ezadlulayo sifumana ukufana, oongalonkulu ababini ababelawula ubomi babantu, amaRoma namaPersi, babethimba izizwe, babe ubuncwane bazo, bakhobokise abantu bazo besebenzisa amandla wabo ukomeleza inqindi labo lentsimbi lokubambelela ngamandla nkqi elizweni.

Abasetyhini babephetheke njengezinto ezingenamphefumlo, amakhoboka ayephetheke ngokungathi zizinto ezingengobantu ncam, isithuba phakathi kwabazizityebi nabangamahlwempu sasisiya sisiba banzi ngokuba banzi. Iimfazwe zaziyindlela yokuphelisa ukuphikisana.

Zazikho nezinye izinto ezininzi ezazilungile, ezinjengokubhaqwa kwezinto eziziintlobo ngeentlobo, neembongi ezinkulu ababhali, abantu befilosofi neengqondi zabuchaphazela ubomi babantu. Babekhona abantu ababelungile ababelandela iinkolo zabo kodwa besoloko benikezela ngeemfundiso ezicwengileyo zabaProfeti babo.

Ngeli xesha lenkulungwane yesixhenxe, isizwe ngasinye ehlabathini sasisele simfumene umfundisi oyinkokeli ekhethwe nguThixo ukuba akhokele abantu bakubo ekwenziweni kokulungileyo kushenxwe kokungcolileyo. Elama-Arabhu lilo kuphela ilizwe abemi balo ababesalindele eyabo inkokeli. Okumangalisayo, kukuba bonke abanye abantu bezinye iindawo ehlabathini jikelele babesele bewufumene umyalezo kaThixo.

Ixesha lalisele lifikile lokuba esinye sezithembiso zikaThixo sizaliseke kwilizwe lama-Arabhu.

"NoThixo Waliva ilizwi lenkwenkwe. Samemeza isithunywa sikaThixo kuHagare sisemazulwini sathi kuye,'Unantoni ni na, Hagare!

Musa ukoyika, ngokuba uThixo ulivile ilizwi lenkwenkwe apho ikhona. Suka ume, uyithabathe inkwenkwe, uyibambe ngesandla; kuba ndiya kuyenza uhlanga olukhulu…"IGENESIS 21:17

Kwenzeka ke, UMuhammad wazalwa ngonyaka wendlovu ngo-20 April 570 ngokwekhalenda yamaKhristu, ezalwa nguAminah noAbdullah kodwa utata wakhe yena wasweleka engekazalwa. Umama wakhe wamkhulisa ke eselusana waza wamthumela entlango, uHalîma owayengumncancisi wakhe wambonelela ngendawo yokhuseleko nenempilo entlango apho. Emva kokusweleka kukamama wakhe uAminah, uMuhammad wayesele eneminyaka emithandathu ubudala,

Waye wakhuliswa ngutat'omkhulu wakhe uAbdul - Muttalib owaye eyinkokeli yesona sizwe sasihloniphekile nesona sasinamandla eMakkah, ama'Kuraysh esiduko sakwaBanu Hâshim.

Kuncinane kakhulu okwaziwayo ngobomi bukaMuhammad ezincwadini ezithembekileyo. Siyayazi yona into yokuba abantu babemazi njengomphefumlo onentlambuluko, onentobeko nothandekayo kwimeko apho ubuhenyu, ukrexezo, uburheletyo, iingxwaba-ngxwaba zaziqhubeka rhoqo, iimfazwe, ubuxoki nenkohliso yayizizinto eziqhelekileyo. Babembiza ngokuba ngu"Al-Amin", Uthembekile, isikhahlelo eso esasinqabe kakhulu kumntu omntsha kuma-Arabhu weloo xesha.

Okunye okwakungaqhelekanga yayikukukhula kwakhe ngokwasemoyeni, okwaye kwamgcina kude kwiinkolelo, abantu bakubo babenqula izithixo, bengakhathali, benesimilo esiphantsi. Kwakha ngenye imini yena ngecebiso lakhe elinengqiqo wathintela ingxwabangxwaba eyayisele yenze uphalalo gazi oluninzi phakathi kweenkokeli zesizwe sakhe.

Lo gama wayephuma kwesona sizwe sasityebile, uMuhammad (wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo) waye engumntu ozimeleyo nowayesebenza njengomrhwebi. Enye into, ngokwesithethe sakowabo abantwana kwakungavumelekanga ukuba babe nelifa, oku yaba sesinye sezizathu zokuba (uMuhammad lwanga uxolo neentsikelelo zika-Allâh zingaba phezu kwakhe) azisebenzele nangona ngewayexhomekeke kwizizalwana zakhe mayela nenkxaso yezemali. UKhadijah, umhlolokazi owaye esisityebi, ehloniphekile, enesimilo esinesidima, wamqesha uMuhammad ngenxa yembalasane yakhe yokuba ngumntu onentobeko nolungileyo.

UKhadijah waye wakholiseka nguye, ekugqibeleni wacela ukuba bazimanye ngeqhina lomtshato ngonyaka u-595 ngokwekhalenda yamaKhristu.

Wayesele eswelekelwe kabini ngabayeni bakhe, sele eneminyaka engamashumi amane ubudala lo gama umqeshwa wakhe wayeseneminyaka engamashumi amabini anesihlanu ubudala, engumntu owaye eneentloni, ocingisisayo phambi kokuba enze nantoni na, ongazithathi lula izinto, onothando. Umtshato wabo walizwa ngeentombi ezine, uZaynab, uRu'kayyah, uUmkulthum noFatimah nonyana u 'Kâsim owasweleka esemncinane eneminyaka emibini kuphela.

Abasetyhini babengaphethwanga ngembeko konke-konke. Babesonyeliswa bexhatshazwa. Babengenamalungelo okuzuza nto elifeni lezinto ezishiywe ngooyise nabayeni babo yaye maxa wambi iintsana eziziintombi zazibulawa ngenxa yokuba zazithathwa ukubaziluphawu lobuthathaka nehlazo. Indoda yayiba nabo abafazi abaninzi babe gamakhosikazi wayo, namashweshwe, ize ithi isakufa abafazi abo bagqithiselwe kumntakwayo njengelifa.

UMuhammad (lwanga uxolo neentsikelelo zika-Allâh lungaba phezu kwakhe) Kwelinye icala wayehluke kwaphela Wayeyithanda inkosikazi yakhe nabantwana bakhe yaye wayebahoye ngokwenene. Wayebonakalisa intlonipho kubo, engazanga abusebenzise ngolunya ubutyebi benkosikazi yakhe.

Izidwangube zazididekile kuba uMuhammad waye ngowesona sizwe sihloniphekileyo nesisesona sinamandla, esingumnombo ka-Adnân owayengukhokho wama-Arabhu asemantla, oyinzala kaIsmâ'îl (uIshmayeli), unyana ka-Abraham (Ibrâhîm).

UKhadijah, omkhulu, inkosikazi yakhe eyayihloniphekile, wanikela ubutyebi bakhe ezandleni zikaMuhammad kodwa yena ngemvume yenkosikazi yakhe, wayebusebenzisa ekuncedeni amahlwempu neenkedama. Yena waye wazigcina kude kwizityebi namasiko nezithethe, wazikhwebula emasikweni, waqalisa ukuchitha ixesha lakhe elininzi ekucamngceni emqolombeni waseHira owawusencotsheni yentaba iJabal-An-Nûr okanye intaba yokhanyo, eyayiphambi kweKa'bha kwiikilomitha ezimbalwa ukusuka kwisixeko saseMakkah.

Umlibo: UMuhammad ibn (ukuthi ibn kuthetha ukuthi unyana ka) 'Abdullah ibn 'Abdul-Muttalib ibn Hâshim ibn 'Abd Manâf ibn 'Kusai ibn Kilâb ibn Murra ibn Ka'b ibn Lu'ay ibn Ghâlib ibn Fahr (Quraish) ibn Malik ibn an- Nadr ibn Kinana ibn Khuzaymah ibn Mudrikah ibn Ilyâs ibn Nizar ibn Ma'ad ibn 'Adnân.

Ngaminazana ithile umhla ingowama-27 kwinyanga yeRamadhân ngonyaka u-610 wekhalenda yamaKhristu uMuhammad (lwanga uxolo neentsikelelo zika-Allâh lungaphumla phezu kwakhe), wayesele eneminyaka engamashumi amane ubudala wazibona esangiwa ngumntu othile emnqolombeni owamxelela ukuba makacengceleze okanye aphindaphinde.

Lowo yayiyingelosi ebekekileyo ka-Allâh, uJibrîl (uGabriyeli), owayeyalelwe ukuba aze kufundisa uMuhammad (lwanga uxolo neentsikelelo zika-Allâh zingaba phezu kwakhe). Yena waphendula esithi akakwazi kufunda nakubhala kodwa sona isiphatha zithunywa saqhubeka wada uMuhammad wayiqonda into yokuba okwakulindelekile ukuba akwenze kukuphindaphinda iiVesi ezo.

Yaba kukuqaleka kwesiTyhilelo sikaThixo esaqhuba ukutyhilwa kuye iminyaka engama-23, saba yi'Kur'ân esiyiyo namhlanje. Ezi zilandelayo ziiVesi ezintlanu zokuqala ezatyhilwa emqolombeni:

"Funda! Egameni leNkosi yakho Eyadalayo.
Yadala umntu ngehlwili legazi.
Funda iNkosi yakho Inesisa.
Yona Yafundisa ukubhala ngosiba.
Yamfundisa umntu oko abengakwazi." ('Kur'ân 96: 1-5)

Nangona uMprofeti uMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo, wayengakwazi kufunda nakubhala, emva kokufumana kwakhe isiTyhilelo waqhubeka nokuba ngumcengcelezi waso, wafundisa nabalandeli bakhe ukuba babe ngabacengcelezi besi siBhalo, saza eso sithethe sokucengceleza saqhubeka nasemva kokulishiya kwakhe eli. Ukususela oko imfundo yawo onke amacandelo yaba yinto ebalulekileyo kumaMuslim naphi na apho akhoyo ayesaziwa ngokuba ngabantu bemfundo.

URabhi Ken Spiro uthi amaMuslim aseSpain aba nefuthe kumaYuda nto leyo yakhokelela ebukhweni bezifundiswa ezikhulu zamaYuda, ababhali neengqondi. Enyanisweni izinto zazintle kakhulu kumaYuda apho eSpain kangangokuba kude kube namhla oku kusekho amaYuda aziwa ngokuba ngama'Sephardi' oko kukuthi, aba seSpain.

Emva koko, uFerdinad noIsabella wawagxotha wonke amaYuda, waphelisa olona zinzo lwalukhe lwalukhulu nendawo yokuhlala kumaYuda.

Uninzi lwamaYuda enobunkcubabuchopho, ephucukile enezakhono zomsebenzi ngethuba kwakuphethe amaMuslim eSpain, aye aya kuzinza kwizizwe zamaMuslim eMntla Afrika (ukugxothwa kwawo eSpain). Amanye wawo aye amkelwa yikumkani yaseTurkey (eyayiliMuslim) ngobubele.

UBertand Russel uyasixelela okokuba amaMuslim aseYurophu kwiminyaka eliwaka eyadlulayo ayephucukile enobuntu wona

kunamaKhristu, atshutshisa amaYuda. AmaYuda ubukhulu becala ayengaphathwa kakubi ngamaMuslim. Ama-Arabhu alugcina uncwadi lwesiGrike baza abaseNtshona bakubhaqa kwakhona oko babelahlekelwe kuko kulilifa lamaGrike ngoncedo lwefuthe lamaMuslim.

UDean Derhak akagungqi kwinto yokuba kude lee phambi kovuselelo lwezithethe zeNtshona kwakukho ubuhle boluntu eSpain eyayilawulwa ngamaMuslim apho amaMuslim afika alijika ilizwe lezibhongobhiyane elalifananalo lonke elaseYurophu laba liziko lenkcubeko, urhwebo nobuhle.

Lo gama ukunyamezelana kwakungaziwa kulo lonke elaseYurophu, amaMuslim wona ayesele enembono ephangaleleyo malunga neenkolo zabanye abantu. Abafundi ababesuka eFrance naseIngilane babefunda ezinyaweni zamaMuslim.

UFranz Rosenthal uchaza okokuba enza ukuba ukuveliswa koncwadi olungenakufaniswa kwenzeke gokuthi kwenziwe iphepha (lokubhala) lifumaneke. Amacandelo ezifundo ezithile zolwazi aye ahlulwahlulwa, zifundo ezo zenza imbonakalo eyahlukeneyo yelizwe eyatyebisa uncwadi lwaseNtshona ngokungenamlinganiselo.

UMprofeti uMuhammad, wanga uAllah angamsikela, amphumlise ngoxolo, wafundisa abalandeli bakhe izinto ezininzi eziphathelene nobulungisa.

Yena wakhumbuza abalandeli bakhe abangabasetyhini nabangamadoda okokuba ukunceda abantu kukunceda uThixo. Abo babephikisana naye, bemngcikiva, bemxuluba ngamatye, wabathandazela, wafundisa abalandeli bakhe ukuba bamhloniphe uAbraham, uMoses, uYesu, noMariya obekekileyo umama kaYesu

nangona abanye apha kubo ingabaProfeti bakwasirayeli, besuka kwisizwe esinobutshaba kuma-Arabhu namamMuslim ngokubanzi.

Wayeye xa abantu bemqalekisa athi yena uze kusasaza uxolo emhlabeni. Abafazi babekhe bamcele umngeni nabo, baxoxe naye. Kanti namakhosikazi akhe ayedla ngokumkhapha ukuya edabini ukanti wayedla ngokukhe afune amacebiso abo maxa wambi.

Phakathi kwezona zibalaseleyo izenzo neemfundiso zoMprofeti zezi:

“I-ink yesifundiswa ilunge ngaphezulu kunegazi lomfelukholo” maxa wambi oku kuye kutolikwe ngokuthi: “Usiba lokubhala lunamandla ngakumbi kunekrele.”

“Funani ulwazi ebusaneni nide niye kufika emangcwabeni”, “Nide niye kutsho eziphelweni zehlabathi”, “Abazizityebi nabangamahlwempu mabazingele ulwazi ngokulinganayo”, “IPaladesi iphantsi kweenyawo zikamama wakho”, “Izenzo ziya kuvuzwa ngokwenjongo.

“ Yena wayalelwa ngendlela yesiTyhilelo i’Kur’ân okokuba asikho isinyanzelo enkolweni, umntu uyazikhethela kwanokuba isizathu sobukho bakhe yena apha kulo mhlaba kukuza kushumayela umyalezo kaThixo ngentshumayelo entle nemboniswano, kwanokuba yena wathunyelwa ukuba eze kuba yinceba kubantu bonke; kwaye yena ungumzekelo omhle ukuba kulandelwe wona nguye wonke ofuna impumelelo kweli hlabathi nakuBomi uBuzayo.

Nangona yena wayengakwazi kufunda nakubhala, ingqondo yoMprofeti yayinobukrelekrele obungazanga bubonwe ngaphambili emva kokusweleka kwakhe. Iimfundiso zakhe zaba yimpembelelo ebantwini nakuluntu lonke olwaguqula imbali ngezinto zobunzululwazi nezinye ezaya zabhaqwa.

Yena njengenkokeli, wayephila ubomi obungazanga baphilwa nayiyiphi na inkokeli kuba yena wayengenabunewunewu namatheko, wayengenabalindi bokumkhusela, kananjalo wayengenapoma lamzi ulibhotwe.

Umzi wakhe wawusemasjid (endlwini yokuthandazela) awayakha nabafundi bakhe, wayelala phantsi.

Ihlabathi walinika idyunivesithi, inkqubela, inkululeko nokulingana ebantwini. Yena waba sisixhobo ekwenzeka ngaso ummangaliso omkhulu, i'Kur'ân ezukileyo, isiTyhilelo esahlala singagqwethwanga ukususela kwezaa Vesi zintlanu zokuqala zatyhilwa emqolombeni waseHira kwiminyaka engama-1431 njengoko le Ncwadi igqitywe ukubhalwa ngo-1431 okanye 2010 ngokwekhalenda yesilungu.

Ukunyaniseka nokuthobeka okwakufumaneka kuMuhammad kwasekuqalekeni komsebenzi wakhe kubonakala kakuhle okokuba kwaqhubeka kwada kwaba sekuswelekeni kwakhe ngonyaka u-632 AC. Obo yaba bubomi amaMuslim aye abhala ngabo, azama ukubulandela kananjalo kangoko anako (Taylor 1976: 31).

Emva kokusweleka koMprofeti uMuhammad, uAbu Bakr waya wonyulwa ukuba abe yinkokeli yamaMuslim, laza ifuthe lamaMuslim landa ukusuka kwesinye isizwe kuye kwesinye isizwe landisa nolwazi lwawo (amaMuslim) lwanwenwa lwaya kuma kude. Masithathe elaseSpain umzekelo.

Ngonyaka u-711, umkhosi owawungamadoda angama-7000 owawuphantsi koTâriq bin Zaid. Wazinza ecaleni kwelitye elalilikhulu elisabhalwe igama lakhe nangoku. I'Gibralter' (intaba kaTâriq). Ukumkani uRoderick kunye nomkhosi wakhe owawungamadoda angama-25000 wancothulwa neengcambu zakhe.

UTâriq wangena esizweni esasinengathethekiyo ingcinezelo le, isizwe esasisesemva ngempucuko nesasithwaxwe ziimfazwe.

Ikwalelo lizwe laseSpain elathi ngethutyana elingephi phantsi kwamaMuslim laguquka. AmaMuslim anceda ngokoyisa imihla yokungazi eYurophu njengoko kunokubonwa oko ngokukrwaqula kwimibhalo yamaKhristu, amaYuda nezinye izifundiswa zisichazela ngethuba elingekhe lifaniswe embalini ngokumalunga neyona mpucuko iphezulu yakha yakho ehlabathini. ngokokutsho kukaNjingalwazi uHiti, lwalukhululekile ukulandela inqulo yalo.

AmaMuslim ngawo avelisa uZero 'O' namanani esiArabhu, aza alityebisa ilizwe ngezifundo zezityalo (Botany), Izifundo zeAstronomy, mathematics, Physics, Geography nezinye izifundo. UHiti wongeza wathi: Yaba luzuko lwaphakade lweengqondi zamaMuslim okuqala aseBaghdad nawaseAndalusia (eSpain) into yokuba ahlanganise inkolo yonqulo loThixo omnye kunye ne'philosophy' yobuGrike, aza ayigqithisela sele iyondelelene eYurophu nto leyo yaba sisiqalo sesiphelo "semihla yokungazi eYurophu."

Ukuqalela kwinkulungwane yesibhozo kuye kutsho kunyaka u-1200 emva kokunyuka kukaYesu, iSpain eyayiphantsi kwamaMuslim yayiyiyona ndawo yayinempucuko neyona yayiphambili ngenkqubela eYurophu, inamathala eencwadi ezingama-70 (libraries) nezindlu zokuhlamba umzimba zikawonkewonke ezingama-9000 eCordoba kuphela.

Ispain yamaMuslim, ngokokutsho kukaFrancesco Gabriel, yakhokelela kwiimbono zezifundo ngezinto zokugqibela zalo mhlaba (eschatology) kwiNtshona yesiLatin ekunokwenzeka ukuba yiyo eyaphembelela uDante. Imibongo yeArabo-Spanish eneziqendu yaba nefuthe elikhulu kwimibongo yothando.

Ngokubhekiselele kunyamezelwano, uthi yena, 'Izizwe zamaMuslim zaye zathatha amaYuda namaKhristu ukuba "angabantu beNcwadi" zaza zabanika ukhuseleko ngokusemthethweni lo gama wona umthetho wobuKhristu ukuhluthela kuwo kwawo iSpain wabonakalisa ukunganyamezelani nentshutshiso kumaMuslim.

AmaMuslim aye anyanzelwa ukuba aguqukele ebuKhristwini. Kodwa akuzanga kwakhe kwabakho ukwamkeliswa kwamaYuda namaKhristu I-Islam ngesinyanzeliso ngamaMuslim. Ii'crusades' zaye zangabi nalusini nanceba xa zazihlasela amaMuslim. Iimfazwe zawo zazingaliwa phantsi komoya wothando lobuKhristu lokuthanda ummelwane wakho neentshaba zakho, koko zazisiliwa phantsi kwezizathu zokunyolukela ubutyebi norhwaphilizo lwemida, nokungabi nakunyamezela iimvaba zaseMpuma, nokungazi nenkukhumalo ngokubhekiselele kwi-Islam." (Taylor 1976:46)

Phakathi esazulwini sezixholoxholo namhlanje, naphantsi kogqwetho notoliko gwenxa loMprofeti, ngoko kunjalo abantu basaguqukela kwi-Islam. UMprofeti uMuhammad (lwanga uxolo neentsikelelo zika- Allâh lungaba phezu kwakhe) wayesisipho esivela kuAllâh eluntwini, ethunyelwe njengenceba kumazwe onke kanti ne'Kur'ân ingummangaliso esikwaziyo ukuwubona nanamhla oku.

Kunyanzelekile siyifunde siyiqiqe i'Kur'ân sibuphengulule nobomi bukaMuhammad (uAllâh amsikelele amphumlise ngoxolo), silandele nomzekelo wakhe ukuba ngaba phofu sinyanisekile ngokusindisa imiphefumlo yethu nehlabathi.

Yena waye eyingqondi yesilumko eyadela imigibe yobunewunewu nobukhosi beli hlabahti, akakunanza ukuba namaholo, Oomantshingilane, abalindi, amadindala, izambatho zesilika ubukhazikhazi begolide, zinto ezo zisoloko zisayanyaniswa namandla obukhulu.

Yena ukwangumkhokeli owakhokelela (abantu) kunqulo olusulungekileyo ekhokela bonke abo bathanda uThixo. Nguye yedwa indoda eyathabatha uhambo yaya ezulwini yaphinda yabuya. Yena liqhawe lamaqhawe. (Rogerson 2003:4).

IZIQULATHO

Publisher's Note . . . . . *ix*
Publisher's Note . . . . . *ix*
Foreword . . . . . *Xiii*
Imbulambethe . . . . . *Xv*
Ilizwi Lompapashi . . . . . *Xviii*
Imbulambethe . . . . . *Xxi*
Intshayelelo . . . . . *Xxiv*

No.	Isahluko	Surat	Page
1	Al-Fâtiha (IMvuleko)	Al-Fâtiha	1
2	Al-Ba'karah (IThokazi lenkomo)	Al-Ba'karah	2
3	Âli 'Imrân (USapho luka'Imrân)	Al 'Imrân	56
4	An-Nisâ (Abafazi)	An-Nisâ'	84
5	Al-Mâ-idah (ITafile edekiweyo)	Al-Mâ-idah	116
6	Sûrah Al-An'âm (IiNkomo)	Al-An'âm	139
7	Al-A'râf (UDonga oluphakamileyo)	Al-A'râf	165
8	Al-Anfâl (Iinzuzo zemfazwe)	Al-Anfâl	193
9	At-Tawbah (INguquko)	At-Tawbah	204
10	Yûnus (UYona)	Yûnus	226
11	Hûd (UHebher)	Hûd	241
12	Yûsuf (UYosefu)	Yûsuf	257
13	Ar-Ra`d (IiNdudumo)	Ar-Ra'd	272
14	Ibrâhîm (UAbraham)	Ibrâhîm	280
15	Al-Hijr (ILiwa)	Al-Hijr	288
16	An-Nahl (INyosi)	An-Nahl	297
17	Al-Isrâ' (UHambo ngobusuku)	Al-Isrâ'	315
18	Al-Kahf (UMqolomba)	Al-Kahf	330
19	Maryam (UMariya)	Maryam	344
20	Tâ-Hâ	Tâ-Hâ	353
21	Al-Anbiyâ' (AbaProfeti)	Al-Anbiyâ'	366

22	Al-Hajj (UHambo oluNgcwele)	Al-Hajj	377
23	Al-Mu'minûn (AMakholwa)	Al-Mu'minûn	388
24	An-Nûr (UKukhanya)	An-Nûr	398
25	Al-Fur'kân (INqobo)	Al-Fur'kân	409
26	Ash-Shu'arâ (Iimbongi)	Ash-Shu'arâ	418
27	An-Naml (IiMbovane)	An-Naml	431
28	Al-'Kasas (AMabali)	Al-Kasas	441
29	Al-Ankabût (ISigcawu)	Al-Ankabût	453
30	Ar-Rûm (AmaRoma) \	Ar-Rûm	461
31	Lu'kmân (uLu'kmân)	Lu'kmân	469
32	Sajdah (UKuqubuda)	Sajdah	474
33	Al-Ahzâb (IMikhosi Yobumbano)	Al-Ahzâb	478
34	Saba' (EShebha)	Saba'	489
35	Al-Fâtir (UMyili wendalo)	Al-Fâtir	496
36	Yâsîn	Yâsîn	502
37	As-Sâffât (Ezikrelisiweyo)	As-Sâffât	509
38	Sâd	Sâd	519
39	Az-Zumar (AMaqela)	Az-Zumar	527
40	Ghâfir (UMxoleli)	Al-Mu'min	537
41	Fussilat (EZichazwa ngengcombolo)	Fussilat	548
42	Ash-Shûra (IMboniswano)	Ash-Shûra	555
43	Az-Zurhruf (Izihombiso zegolide)	Az-Zurhruf	562
44	Ad-Durhân (UMsi)	Ad-Durhân	571
45	Al-Jâthiyah (Eziguqayo)	Al-Jâthiyah	575
46	Al-Ah'kâf (IiNduli zentlabathi ezingama-jikojiko)	Al-Ah`kâf	580
47	Muhammad	Muhammad	586
48	Al-Fath (ULoyiso)	Al-Fath	591
49	Al-Hujurât (IZindlu)	Al-Hujurât	596
50	'Kâf	'Kâf	599
51	Ad-Dhâriyât (IMimoya evuthuzayo)	Ad-Dhâriyât	603
52	At-Tûr (INtaba yeTûr)	At-Tûr	607

53	An-Najm (INkwenkwezi)	An-Najm	611
54	Al-'Kamar (INyanga)	Al-'Kamar	615
55	Ar-Rahmân (uSolubabalo)	Ar-Rahmân	619
56	Al-Wâ'ki'ah (ISehlo)	Al-Wa'ki'a	623
57	Al-Hadîd (INtsimbi)	Al-Hadîd	628
58	Al-Mujâdilah (umfazi oxoxayo)	Al-Mujâdilah	633
59	Al-Hashr (INdibano)	Al-Hashr	637
60	Al-Mumtahina (Abafazi amabacikidwe)	Al Mumtahanah	641
61	As-Saff (IHlelo okanye umgca)	As-Saff	644
62	Al-Jumu'ah (ULwesihlanu)	Al-Jumu'ah	646
63	Al-Munâfi'kûn (ABahanahanisi)	Al-Munâfi'kûn	648
64	At-Tagrhâbun (ILahleko nenzuzo yamacal'omabini)	At-Tagrhâbun	650
65	At-Talâ'k (UQhawulo mtshato)	At-Talâ'k	653
66	At-Tahrîm (Okwalelweyo)	At-Tahrîm	656
67	Al-Mulk (UBukumkani)	Al-Mulk	659
68	Al-'Kalam (USiba lokubhala)	Al-'Kalam	662
69	Al-Hâ'k'kah (INyaniso)	Al-Hâ'k'kah	666
70	Al-Ma'ârij (IiNdlela ezinyukayo)	Al-Ma'ârij	669
71	Nûh (UNowa)	Nûh	672
72	Al-Jînn (IMimoya)	Al-Jinn	675
73	Al-Muzzammil (OZisongele ngeengubo)	Al-Muzzammil	678
74	Al-Muddath-thir (OZithe wambu)	Al-Muddath-thir	681
75	Al-'Kiyâmah (UVuko Lwabafileyo)	Al-'Kiyâmah	684
76	Al-Insân (UMntu)	Al-Insân	687
77	Al-Mursalât (Ezo zithunyelwa phambili)	Al-Mursalât	690
78	An-Nabâ (IiNdaba ezinkulu)	An-Nabâ	693
79	An-Nâzi`ât (Ezo Zirholayo)	An-Nâzi'ât	696
80	'Abasa (Wafing'iintshiya)	'Abasa	699
81	At-Takwir (UKusongwa)	At-Takwîr	701
82	Al-Infitâr (UKucandeka phakathi)	Al-Infitâr	703
83	Al-Mutaffifîn (UBuqhetseba)	Al-Mutaffifîn	705

84	Al-Inshi‘kâ’k (UKwahlukana phakathi)	Al-Inshi ‘kâ‘k	707
85	Al-Burûj (IiNkwenkwezi ezinkulu)	Al-Burûj	709
86	At-Târi`k (UNdwendwe lwasebusuku)	At-Târi‘k	711
87	Al-A`laa (Ophakamileyo)	Al-A‘laa	712
88	Al-Grhâshiyah (ISiganeko)	Al-Grhâshiyah	713
89	Al-Fajr (UMs’obomvu)	Al-Fajr	715
90	Al-Balad (ISixeko)	Al-Balad	717
91	A-sh-Shams (ILanga)	A-sh-Shams	718
92	Al-Layl (UBusuku)	Al-Layl	719
93	Ad-Dhuhâ (ISandulela semini)	Ad-Dhuhâ	721
94	Ash-Sharh (INtuthuzelo)	Ash-Sharh	722
95	At-Tîn (UMkhiwane)	At-Tîn	723
96	Al’Ala`k (IHlwili)	Al-‘Ala‘k	724
97	Al-‘Kadr (AMandla)	Al’Kadar	726
98	Al-Bayyina (UBungqina obucacileyo)	Al-Bayyina	727
99	Az-Zilzâl (INyikima)	Az-Zilzâl	728
100	Al-’Adiyât (AMahashe omkhosi)	Al-‘Adiyât	729
101	Al-’Kâri‘ah (IYure yesiThonga)	Al-‘Kâriyah	730
102	At-Takâthur (Ukufumba)	At-Takâthur	731
103	Al-‘Asr (IXesha)	Al-‘Asr	732
104	Al-Humâzah (INtlebi)	Al-Humâzah	733
105	Al-Fîl (INdlovu)	Al-Fîl	734
106	Al-‘Kuraysh (Ama`Kuraysh)	Al-‘Kuraysh	735
107	Al-Ma`ûn (Amancedwana amancinane)	Al-Ma‘ûn	736
108	Al-Kawthar (IKawthar)	Al-Kawthar	737
109	Al-Kâfirûn (Abangakholwayo)	Al-Kâfirûn	738
110	An-Nasr (UNcedo)	An-Nasr	739
111	Lahab [uLahab] (uSomadangatya)	Lahab	740
112	Al-Ikhlâs (INtlambuluko)	Al-Ikhlâs	741
113	Al-Fala`k (UMs’obomvu)	Al-Fala‘k	742
114	An-Nâs (ULuntu)	An-Nâs	743

Isiqendu

Isiqendu 1 1
Isiqendu 2 25
Isiqendu 3 47
Isiqendu 4 68
Isiqendu 5 89
Isiqendu 6 111
Isiqendu 7 131
Isiqendu 8 155
Isiqendu 9 177
Isiqendu 10 198
Isiqendu 11 219
Isiqendu 12 241
Isiqendu 13 264
Isiqendu 14 288
Isiqendu 15 315
Isiqendu 16 339
Isiqendu 17 366
Isiqendu 18 388
Isiqendu 19 411
Isiqendu 20 436
Isiqendu 21 458
Isiqendu 22 482
Isiqendu 23 504
Isiqendu 24 531
Isiqendu 25 553
Isiqendu 26 580
Isiqendu 27 604
Isiqendu 28 633
Isiqendu 29 659
Isiqendu 30 693

Isiqendu 1

ISahluko 1
AL-FÂTIHA (IMVULEKO) 1

Icandelo I

1. Egameni lika-Allâh[1], uSolubabalo, uSozinceba.
2. Ukudunyiswa koka-Allâh iNkosi, (uMlondolozi) wamazwe.
3. USolubabalo, uSozinceba.
4. UMlawuli weMini yoMgwebo.
5. NguWe (Wedwa) esiMnqulayo, nguWe (Wedwa) esicela uncedo kuYe.
6. Sikhokelele eNdleleni ethe Tye,
7. INdlela yabo uBabalo lwaKho lwaba phezu kwabo, hayi kweyabo ingqumbo (yaKho) yaba phezu kwabo, ingabi yiyo neyabo balahlekayo. Aamîn.

1 UAllâh (1:1) ligama likaThixo uMdali weento zonke Abizwa ngalo ngokwentetho yesiArabhu.

ISahluko 2
AL-BA'KARAH (ITHOKAZI LENKOMO) 2

Egameni lika-Allâh, USolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Alif-Lâm-Mîm.
2. Esi sisiBhalo ekungekho ntandabuzo kuso, sisiKhokelo kwabo bamoyikayo uAllâh.
3. Abakholwa kokungabonwayo, bamisele i*Salâh*[1] bachithe[2] (kumalizo) koko Sibaphe kona.
4. Nabo bakholwa koko kutyhilwe kuwe[3] nakoko kwatyhilwa ngaphambili kunawe yaye bona bakholwa ngokunyanisekileyo kuBomi oBuzayo.
5. Abo ngabona bakwisiKhokelo (sokwenene) esivela eNkosini yabo yaye ngabo abaya kuphumelela.
6. Inene bona abangakholwayo kuyafana kubo, nokuba ungabalumkisa okanye ungabalumkisi, abayi kukholwa.
7. UAllâh Ufake itywina ezitliziyweni zabo nasekuveni kwabo. Ekuboneni kwabo kukho isigqubuthelo. Siya kuba sikhulu isohlwayo sabo.

Icandelo 2

8. Ebantwini kukho abathi, "Siyakholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela," kodwa bengakholwa.

1 I*Salâh* (2:3) ngumthandazo owenziwa ngokwahlukileyo kumthandazo wesicelo, idu'a ukutsho.
2 Bachithe koko Sibaphe kona (2:3), kuthetha ukuba bathathe ebutyebini babo okanye kwingqwebo yabo
3 Isimelabizo sokukhomba u"kuwe" (2:4), sijoliswe kuMthunywa ka-Allâh uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe

9. Bacinga ukuba bakhohlisa uAllâh kunye nabo bakholwayo kanti bazikhohlisa kwabona koko abaqondi!
10. Ezintliziyweni zabo kukho isifo kwaye uAllâh Usongezelele isifo sabo kananjalo siya kuba buhlungu isohlwayo sabo ngokuba bexoka.
11. Xa kusithiwa kubo, "Musani ukwenza ubutshinga emhlabeni." Bathi bona, "Thina singabenzi boxolo."
12. Ayingabo ngenene na abenzi bobutshinga? Kodwa abaqiqi.
13. Naxa kusithiwa kubo, "Kholwani njengoko abantu[4] bekholwa," bathi bona, "Thina sikholwe njengoko izidenge zikholwa?" Ngabo nje abona bazizidenge kodwa abazi.
14. Naxa bedibana nabo bakholwayo, bathi, "Siyakholwa", kodwa xa bebodwa nooSathana babo, bathi, "Thina enyanisweni sikunye nani, eneneni besigculela nje."
15. UAllâh ngokwaKhe Ugculela ngabo, Aze Abayekele ekugabadeleni kwabo, bayabule ngobumfama.
16. Abo ngabo bathenga ukulahleka ngexabiso lesikhokelo, ngoko ke urhwebo lwabo alubanga nanzuzo, bengenaso nesiKhokelo.
17. Umzekelo wabo unjengalowo waphemba umlilo, wathi ilitha lawo lisakuba limrhangqile, uAllâh Wabahlutha ilitha labo,Wabashiya ebumnyameni abakwazi ukubona.
18. Isithulu, isimumu nemfama[5] azibuyeli (eNdleleni).
19. Okanye banje ngesiphango esisesibhakabhakeni, esinobumnyama kuso nendudumo nokubaneka, (abaye bathi) ngenxa yezithonga zendudumo bavingce iindlebe zabo ngeminwe yabo besoyika ukufa. UAllâh Ubarhangqele abangakholwayo.

4 Aba ngabantu base-Al-Madinah uninzi lwabo lwalungamaMuslim (2:13), iVesi yesi-8 ukuya kutsho kweye-19

5 Isithulu, isimumu nemfama, akhubhekiswanga kubantu abanezo ngxaki zinjalo. Kuthethwa nabantu abevayo abakwaziyo ukuthetha nababonayo kodwa bezenza ngathi abeva, abakwazi kuthetha, baziimfama.

20. Ukubaneka kuphantse kubahluthe ukubona kwabo, ngalo lonke ixesha xa ukubaneka kulanyaza phambi kwabo bayahamba, kuze kuthi kusakubacimela, bame ngxishi. Ukuba uAllâh Ebethanda Ebengasuka Abatshabalalisele ukubona nokuva kwabo. Inene uAllâh Unamandla ngaphezulu kwezinto zonke.

Icandelo 3

21. Hini na bantu! Nqulani iNkosi,[6] (uMlondolozi) wenu, Owanidalayo nabangaphambili kunani, ukuze nibe ngabangamalungisa.
22. Owanenzela umhlaba wandlaleka nesibhakabhaka saba luphahla lwenu, Wahlisa amanzi esibhakabhakeni, Waza ngawo Wavelisa iziqhamo zaba kukutya kuni. Musani ukwezela uAllâh amahlakani, niyazi (inyaniso).
23. Ke kaloku ukuba niyasithandabuza isiTyhilelo (i'Kur'ân) eSisityhile kwisiCaka[7] seThu, (UMuhammad), vezani i*Sûrah* (isahluko) efana naso (esi siTyhilo) nize nibize amangqina enu ngaphandle koAllâh, ukuba ninenyaniso.
24. Ukuba anikwazi ukukwenza oko kwaye anisokuze nikwazi, yoyikani ke ngoko uMlilo (wesiHogo) osivuthisi sawo singabantu namatye, ulungiselelwe abangakholwayo.
25. Vakalisa iindaba zovuyo kwabo bakholwayo, benza izenzo ezilungilyo, inene okwabo iya kuba yiMiyezo ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo. Maxa onke bephiwa iziqhabo

6 INkosi uMlondolozi wethu NguAllâh (2:21).

7 IsiCaka (2:23) ekuthethwa ngaso apha nguMprofeti oNgcwele uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, kodwa inguqulelo echanekileyo yegama 'Abd', ngu'ikhoboka' endaweni ka'isiCaka'. Noko ke ukuba likhoboka lika-Allâh yinto elibhongo negugu kumaMuslim kuba umntu olikhoboka lika-Allâh uyakhululeka ekubuseni nayiphi na enye into engengoAllah. uAllah kwi-'Kuran eZukileyo Uthetha namaMuslim njengamakhoboka aKhe.

apho, baya kuthi, "Oku koko sasidla ngokukuphiwa mandulo[8]", kuba kaloku baphiwa izinto ngokwemfano. Kananjalo apho baya kuba nabalingane abanyulu baze bahlale apho ngonaphakade.

26. Inene uAllâh Akumenzi ntloni ukuzekelisa nangengcongconi, nangento engaphezulu kwayo. Ke bona abakholwayo bayazi ukuba le yinyaniso evela eNkosini yabo, kodwa bona abangakholwayo, bathi, "Ingaba Uthetha ukuthini na uAllâh ngalo mzekeliso?" UAllâh Ulahlekisa abaninzi Ngawo, Aphinde Akhokelele eNdleni abaninzi ngawo. Phofu ngawo Ulahlekisa kuphela abo bazizingcoli.
27. Abo baphula uMnqophiso ka-Allâh emveni kokuba sele uqinisekisiwe, bahlukanise noko uAllâh Ayalele ukuba kudityaniswe, baphinde futhi benze ubutshinga emhlabeni: Abo ngabo kanye abangabalahlekelwa.
28. Kanjani na ukuba nale ukukholwa kuAllâh? Ekubeni nina nanifile Waza Yena Waninika ubomi! Kwaye Esaya Phinda Aninike ukufa: Aze Aphinde Aninike ubomi. Nibe kwakhona nisaya kuphinda nibuyele kwakuYe?
29. Yena nguloWo Wanidalela konke okusemhlabeni. Wanyukela esibhakabhakeni, Wasenza sangamazulu asixhenxe, kwaye Yena nguMazi weento zonke.

Icandelo 4

30. Ke kaloku Yathi iNkosi Yakho Isakuthi kwiingelosi, "Yabonani! Ndiza kwenza umMeli ehlabathini", zathi zona, "Uza kwenza apho umntu oza kuthi enze ubutshinga, aphalaze negazi lo gama thina siya kuba siKuzukisa ngeendumiso zaKho,

8 Uvuyo (2:25) noyolo lwasePaladesi luya kwenza abantu bakhona babenemincili, lukhumbuze amalungisa ngolonwabo ayekhe alungcamla ngethuba ayesesemhlabeni.

siKungcwalisa nokuKungcwalisa?" Wathi Yena, "Inene Mna Ndazi eningakwaziyo nina."

31. Wamfundisa (uAllâh) uAdam amagama[9] azo zonke (izinto) emva koko Wazibeka phambi kweengelosi, Wathi kuzo, "Ndixeleleni ke amagama azo ezi (zinto) ukuba ninenyaniso."
32. Zathi zona, "Uzuko malube kuWe, asinalwazi thina ngaphandle koko sakufundiswa nguWe. Inene Wena UnguSolwazi, uSobulumko."
33. Wathi Yena, "Wena Adam, zixelele amagama azo, wathi esakuzixelela amagama azo, Wathi Yena, "Andinixelelanga na Mna ukuba Ndazi iimfihlelo zamazulu nomhlaba? Yaye futhi Ndazi enikuvezayo nenikufihlayo?"
34. Kananjalo Sathi[10] Sisakuthi kwiingelosi, "Qubudani kuAdam." Zaqubuda zonke, kwashiyeka uIblîs. Wala Wakhukhumala, waba ngomnye wabangakholwayo.
35. Sathi, "Wena Adam hlala, wena nomfazi wakho eMyezweni, nitye apho kuwo ngokukhululekileyo naphi na apho nithande khona; kodwa ningasondeli kuwo lo umthi, kungenjalo niya kuba ngabenzi bobubi.
36. Kodwa uShaytân (uSathana) wabaphambukisa kuwo, (umyezo), wabakhupha kwimeko (yolonwabo) ababekuyo, Sathi, "Yihlani phantsi[11], omnye abe lutshaba lomnye! Kwaye emhlabeni kulapho niya kuhlala khona nifumane nembonelelo okwethutyana".

9 Abanye abantu ingakumbi amasufi bathi la magama (2:31) kuthethwa ngawo apha ngamagama azizincomo zika- Allâh; abanye bathi; ngamagama ezilwanyana nezityalo nezinye izinto ezisendalweni.

10 U'Sathi'(2:34), ukwimo yesininzi. Esi sininzi ayisosininzi samanani koko sisininzi sewonga okanye esokuhlonipha ngamanye amazwi u'Sathi'akathethi kuthiu Allâh Uneziqu ezizezinye okanye Unamahlakani.Yena uAllâh Mnye jwi Akanamahlulelane okanye amahlakani.

11 Apha (2:36) sifumanisa okokuba kubhekiswa kubantu ababini, uAdam nomkakhe uHawwa (uEva).

37. UAdam wazuza amazwi[12] eNkosini yakhe (uAllah), Yaza ke Yona Yayamkela inguquko yakhe. Inene Yona nguMxoleli, uSozinceba.
38. Sathi, "Yihlani ninonke, (niphume) kuwo (umyezo)[13]; kodwa kuza kuza apho kuni isiKhokelo, sivela kuM; ke abo baya kusilandela isiKhokelo saM; kubo akuyi kubakho koyika, bengayi kuxhalaba".
39. Ke bona abo bangakholwayo, baphika imiqondiso[14] yeThu, abo ngamadlelane oMlilo, Apho kuwo kulapho baya kuhlala khona ngonaphakade.

Icandelo 5

40. Hini na Bantwana bakwaSirayeli! Khumbulani uBabalo lwaM eNdaluthoba phezu kwenu, nizalisekise uMnqophiso wenu kuM (wokuba niNdithobele), njengoko Mna Ndawuzalisekisayo uMnqophiso waM kuni nize noyike Mna.
41. nikholwe koko Ndikuthobileyo (i'Kuran) kungqina oko kukuni. Musani ukuba ngabokuqala ekungakholweni kuko oko; kananjalo musani ukuthengisa ngeMiqondiso yaM ngexabiso elincinane. Yaye futhi yoyikani Mna Ndedwa.
42. Musani ukugqumelela inyaniso ngobuxoki, kananjalo ningayifihli inyaniso niyazi.
43. Yenzani i*Salâh* ninikele ngomrhumo we*Zakâh*[15] nigobe kunye nabo bagobayo.

12 La mazwi (2:37) achazwe kwiKuran isahluko 7:23, yaye afundeka ngolu hlobo; Nkosi yethu sizonile. Ukuba Akunakusixolela Wena, Usenzele inceba evela kuwe, Inene thina siya kuba ngabalahlekelwa.
13 Apha (2:38) kule ndawo babegxothwa kuyo kwakuseMyezweni (ePaladesi).
14 Imiqondiso (2:39) ingaba sisiTyhilelo se'Kuran eZukileyo, iiVesi zayo, izifundo zayo, imimangaliso ka-Allâh Awayenza ngabaProfeti baKhe nangendalo yaKhe ngokubanzi.
15 I*Zakah* (2:43) ngumrhumo osisinyanzelo onikelwa kumahlwempu.

44. Ingaba niyalela abantu ngokulungileyo nize nina nizilibale kodwa ningabafundi besiBhalo! Kanti aniqiqi na?
45. Celani uncedo (kuAllâh) ngomonde nange*Salâh*, inene kunzima oko kodwa hayi kwabo bantliziyo zithobekileyo.
46. Bona bakholelwayo ekubeni ngenene baya kudibana neNkosi, (uMlondozi) wabo nasekubeni baya kubuyela kuYo ngenene.

Icandelo 6

47. Hini na! Bantwana bakwaSirayeli! Khumbulani ubabalo lwaM eNdanibabala ngalo kunye noBubele baM eNdanenzela bona ngaphezu kwendalo yonke.
48. Yoyikani ke ngoko iMini apho kungayi kubakho mphefumlo uya kuzuzisa nto omnye, kungekho ntethelelo iya kwamkelwa kuwo, kungekho nambuyekezo iya kutathwa kuwo, bengesayi kuncediswa nakuncediswa.
49. Khumbulani okokuba Sanihlangula kubantu bakwaFir'awn[16] ababeningcungcuthekisa ngesohlwayo esibuhlungu, begwinta oonyana benu basindise iintombi zenu. Olo yayiluvavanyo olukhulu oluvela eNkosini Yenu.
50. Yabonani! Sanicandela ulwandle Sanisindisa, Satshonisa abantu bakwaFir'awn nijongile.
51. Sathi Sisakumisela uMûsâ[17] iintsuku ezimashumi mane, nasuka nina emveni kwakhe nashiyeka nithabatha ithole (nalinqula), naba ngabagabadeli.
52. Kanti nasemva koko Sanixolela ukwenzela ukuba nifunde ukuba nombulelo.
53. Khumbulani kananjalo okokuba Sanika uMûsâ isiBhalo kunye nenqobo (yokwahlula okulungileyo kokubi) khon'ukuze nibe nokukhokeleleka.

16 UFir'awn (2:49) nguFaro
17 UMusa (2:51) nguMoses (uxolo lube phezu kwakhe) onguMprofeti wakwaSirayeli owakhupha amaSirayeli eYiputha.

54. Yabonani! UMûsâ wathi kubantu bakubo, "Hini na bantu bakuthi! Niyenze gwenxa imiphefumlo yenu ngokuthabatha ithole (nilinqule), ngoko ke guqukani, nicele itarhu kuMdali wenu, nize nizibulale[18], Oko konilungela kuMenzi wenu." Waza (uAllâh) Wabuyela kuni Wanixolela kuba Yena nguMxoleli, uSozinceba.
55. Khumbulani kananjalo okokuba nathi nina, "Hini na Mûsâ! Asisokuze sikholelwe kuwe thina de sibone uAllâh ngeNkqu." Kodwa nasuka nathathwa ziindudumo nokubaneka nisajongile.
56. Saphinda Sanivusa emva kokufa kwenu, khon'ukuze nibe nokubulela.
57. Sanikhusa ngethunzi lamafu Sanihlisela imana nezagwityi (Sathi), "Yityani koko kulungileyo Sinipha kona", (kodwa bagwilika) abazanga baSenze bubi ke Thina koko ngabo abazenza ububi.
58. Khumbulani! Sathi, "Ngenani kwesi sixeko nitye kuso apho nithande khona, kangangoko nifuna, ningene esangweni, niqubude, nithi, *'Hittah'* (Sixolele), Sonixolela iziphoso zenu, Siwandisele amalungisa umvuzo wawo."
59. Basuka baliguqula bona abenzi bobubi ilizwi[19] ababexelelwe lona, bathetha zwi limbi. Sahlisa ingqumbo ezulwini phezu kwabenzi bobubi ngobubi ababenzayo.

18 Oku (2:54) kuthetha ukuba abangamalungisa phakathi kwabo mababulale abo bangabenzi bobubi.

19 Ngokwentetho yomProfeti uMuhammad igama u"Hittah" (2:59) ligama elichaza ukuzithoba kuAllâh nenguquko nokucela ukukhululwa ebunzimeni. Abenzi bobubi baliguqula laba ligama elithetha ukuqaqadeka oko bakwenza ngenxa yokuba babengabagabadeli.

Icandelo 7

60. Yabonani! UMûsâ wacelela abantu bakubo amanzi, Sathi kuye, "Betha ilitye ngomsimelelo wakho," kwampompoza imithombo apho elishumi elinambini, sizwe ngasinye sayazi indawo yaso yokusela. (Wathi uMûsâ), "Yityani nisele kwimbonelelo ka-Allâh, ningaziphathi kakubi nenze ubutshinga emhlabeni."
61. Khumbulani nathi nina, "Hini na Mûsâ! Asinako thina ukunyamezela uhlobo olunye lokutya; ke ngoko sicelele eNkosini yakho ukuba Isivelisele okuhluma emhlabeni, imifuno, iinkonkomire, neekonofile, iilentile namatswele." Wathi yena, "Ingaba niguqukela kokungento yanto na kunoko kulungileyo? Hambani ke niye nakwesiphi na isixeko, inene niya kukufumana oko nikufunayo!" Bathwaxwa kukuhlazeka nembandezelo; bazitsalela ingqumbo ka-Allâh. Oku kwaba ngenxa yokuba basuka bangakholwa kwimiqondiso ka-Allâh, bebulala abaProfeti baka-Allâh ngokungekho lungelweni oko kwaba ngenxa yokugwilika nokugabadela kwabo.

Icandelo 8

62. Abo bakholwayo nabo bangamaYuda namaKhristu, namaSabhiya[20], nabani na okholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela, aze enze ubulungisa baya kuwuzuza umvuzo

20 AmaSabhiya (2:62) ngabantu bakudala ababengabemi baseMusal (eIrak). Inkolo yabo yayifundisa okokuba laa ilaaha illallaah (Akukho thixo wumbi ngaphandle koAllah). Aba bantu isiBhalo sabo yayiyiNcwadi ye*Zabhur* (iNcwadi yeendumiso yamaSabhiya. Le Ncwadi yatyhilwa kuMprofeti uDâwûd (uDavide). AmaSabhiya ayengengomaYuda engengawo namaKhristu.

wabo eNkosini yabo. Akuyi kubakho koyika kubo kungayi kubakho kukhathazeka[21].

63. Yabonani! Sathabatha uMnqophiso wenu (iThorah), Saphakamisa intaba (yeSinayi) yaqonga phezu kwenu, (Sathi), "Thathani oko Sininike kona (nihlale) nikhumbula okungaphakathi apho, khon'ukuze nikwazi ukuqiqa nibe nobulungisa."

64. Naphinda nina emva koko nakreqa. Ukuba kwakungekho ngenxa yenceba ka-Allâh kuni, ngenanibe ngabanye babalahlekelwa.

65. Niyabazi abanye benu abaya baphula iSabatha[22], eSathi kubo, "Yibani ziinkawu, nideleke."

66. Yaye oko Sakwenza kwaba ngumzekelo kubantu bakubo nakwizizukulwana ezilandelayo nesilumkiso kwabo bahlonele uAllâh.

67. Yabonani! UMûsâ wathi kubantu bakubo, "UAllâh Uyalela ukuba nixhele ithokazi lenkomo. Bathi bona, "Ingaba wenza intlekisa na ngathi?" Wathi yena, "Ndicela ukhuseleko ngoAllâh ukuba ndingabi ngomnye wabangenalwazi."

68. Bathi bona, "Khawusicelele eNkosini yakho ukuba Yenze kucace kuthi ukuba mayibe lithokazi lini na!" Wathi yena, "Uthi (uAllâh), mayibe lithokazi elingekho lidala kwaye

21 IVesi 62 yesi sahluko kunye neVesi 59 yesahluko 5 akufuneki ukuba abantu baziqeqe gwenxa ngokuba uIbn Abbâs wacacisa kwiTafsir ka-At-Tabari, Vol 1, iphepha 323 okokuba amazwi ale Vesi aye acaciswa kakuhle ngamazwi eVesi 85 kwisahluko 3: "Lowo uzifunele nkolo yimbi ngaphandle kweIslam, ayiyi kwamkelwa kuye, kananjalo kuBomi oBuzayo uya kuba ngomnye wabalahlekelwa." Oku kuchaza okokuba emva koMprofeti uMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo, akusayi kuphinda kubekho omnye uMprofeti nenkolo evela kuAllâh. ngoko ke akukho nkolo iya kuphinda yamkeleke kuAllâh, kungekho Mprofeti uza kuphinda athunyelwe eluntwini. UMuhammad ngowokuvala nowokugqibela

22 ISabatha (2:65) lusuku lwesixhenxe lweveki. Ukutsho oko ngumGqibelo

lingabi lincinane, malibe phakathi koko, ngoko ke yenzani oko nikuyalelweyo."

69. Bathi, "Khawusicelele eNkosini yakho ukuba Yenze kucace kuthi ukuba malibe nombala onjani na." Wathi yena, "Uthi, mayibe lithokazi elilubhelu, elimbala uqaqambileyo, libukeke kwabalijongileyo."

70. Bathi bona, "Khawusicelele eNkosini yakho ukuba Yenze kucace kuthi ukuba malibe yintoni na. Kuba eneneni kuthi, onke amathokazi eenkomo ayafana. Yaye inene ukuba uAllâh Uyathanda sakusifumana isiKhokelo."

71. Wathi yena, "Uthi, 'Mayibe lithokazi elingazanga liqeqeshelwe[23] kulima mhlaba, elingazanga linkcenkceshele masimi, libe lihle, lingabi nambala wumbi ngaphandle kolubhelu oqaqambileyo." Bathi bona, "(Kulungile), Ngoku uze nenyaniso." Balixhela ke nangona babeyenza loo nto benga abangeyenzi[24].

Icandelo 9

72. Nikhumbule ukuba nabulala umntu emva koko naphikisana ngokuphathelene netyala elo. Kodwa Yena uAllâh Wakuveza elubala oko nanikufihla nina.

73. Ke kaloku Sathi Thina, "Mbetheni (umfi lowo) ngeqatha lenyama yalo (ithokazi elo)." UAllah Unika ubomi ngolo hlobo kwabafileyo, Kwaye Unibonisa imiqondiso yaKhe khon' ukuze niqiqe.

74. Emva koko, iintliziyo zenu zaba lukhuni zanga zingamatye okanye ngaphezulu nasematyeni. Kuba eneneni akhona amatye

23 Oku (2:71) kuthetha ukuba alizanga libotshwe, alizanga lifakwe edyokhweni nakanye.

24 Ukuyenza benga abangeyenzi (2:71) kuchaza ukuba babemathidala, babenomunyu, bethandabuza ukulixhela eli thokazi ngenxa yokuba lihle kwalo nobukhulu bexabiso lemali abalifumana ngalo.

ekumpompoza imithombo kuwo. Kanti akhona namanye kuwo aye aqhekeke, kumpompoze amanzi kuwo, kanti ngenene akhona namanye aye awe phantsi ngenxa yokoyika uAllâh. Yaye ayingaba uAllâh Akakwazi oko nikwenzayo.

75. Ingaba nina (bakholwayo) ninethemba na lokokuba bangaze bakholwe na kuni, ekubeni abanye beqela labo balivayo ilizwi lika-Allâh kodwa baligqwetha ngabom, emva kokuba beliqondile, besazi?

76. Yabonani! Xa behlangana nabo bakholwayo bathi, "Siyakholwa" kodwa xa behlangene bodwa bucala bathi "Ingaba nina (maYuda) niza kubaxelela[25] abakholwayo (amaMuslim) oko uAllâh Akutyhilileyo[26] kuni ukuze banifake engxoxweni ngaloo nto phambi kweNkosi Yenu, ingaba aniqondi na (maYuda)?"

77. Abazi na (amaYuda) ukuba uAllâh Uyakwazi abakufihlayo nabakuvezayo?

78. Yaye phakathi kwabo (amaYuda) kukho abangafundanga abangayaziyo iNcwadi, koko babambelele kwiminqweno yabo, akukho nto bayaziyo ngaphandle kokuqikelela (nokuqashisela).

79. Yeha, ke kwabo babhala incwadi ngezandla zabo baze bathi, ivela kuAllâh ukuze bathengise ngayo ngexabiso elincinane! Yeha, kubo ngoko kubhalwe zizandla zabo! Yeha, kubo ngaloo nzuzo bayifumanayo!

25 Abakholwayo (2:76) ngamaMuslim yaye ngabo aba kubuzwa ukuba baza kuxelelwa na. Aba babuzana ngale nto ngamaYuda ayehlala eMadinah ayeyamkele inkolo yeIslam amanye awo kodwa enobuhanahanisi.

26 La maYuda (2:76) apha ayethetha ngoko kwatyhilwa eBhayibhileni kuthetha ngoMprofeti uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, kuchaza iimpawu zakhe ezilungileyo nezichaza ukubaluleka kwakhe, mpawu ezo la maYuda ayengafuni ukuba zaziwe ngamaMuslim ukuba kubhaliwe ngazo kwiziBhalo zawo.

80. Kananjalo bathi, "UMlilo[27] awuyi kusichukumisa thina koko iya kuba ziintsukwana nje ezimbalwa. "Yithi, "Ingaba nifumene isithembiso, (esinjalo) na kuAllâh, ngokuba uAllâh Akasaphuli isithembiso (saKhe). Okanye nithetha eningakwaziyo ngoAllâh kusini na?"
81. Ewe! Nabani na ozuza okungcolileyo, aze arhangqelwe sisono sakhe, abo ngabahlali baseMlilweni; baya kuhlala apho ngonaphakade.
82. Ke bona abo bakholwayo, babe ngabenzi bokulungileyo, baya kuba ngabahlali basePaladesi. Baya kuhlala apho ngonaphakade.

Icandelo 10

83. Khumbulani okokuba Sathabatha uMnqophiso naBantwana bakwaSirayeli (wokuba): Ningakhonzi bani ngaphandle koAllâh. Yibani nenkathalo ngabazali benu nangezizalwana zenu nangeenkedama namahlwempu, nithethe kakuhle ebantwini, miselani, i*Salâh*, nihlawule umrhumo wamahlwempu, kodwa najibilika nina emva koko nabuya umva ngaphandle kwabambalwa kuni, kwaye nisajibilikile (nangoku).
84. Khumbulani okokuba Sathabatha uMnqophiso kuni wokuba: Ningaphalazani igazi phakathi kwenu, ningagxothi abantu bakuni komawenu, kananjalo oku nakumisela, yaye ningamangqina ako.
85. Emva koko yaba kwanini ababulalanayo, nagxotha abanye benu emakhayeni abo; nincedisana neentshaba zabo ngokuchasene nabo, ngokugabadela nangenzondo. Bathi xa

27 Lo nguMlilo woMhla wokuGqibela (2:80) athi amaYuda awuzukuwachukumisa koko ukuba athe afakwa kuwo, oko kuya kuba lithutyana njee elingephi aphinde akhutshwe kuwo. Le yingcinga njee evela kwingqiqo yawo, akukho sithembiso nasiqinisekiso asifumeneyo kuAllâh mayela nale ngqingqo yawo.

befika kuni bengabathinjwa, nina nibakhulule ngentlawuliso, nangona kwakungekho lungelweni ukubagxotha kwenu. Makube nina nikholwa kwinxalenye yesiBhalo ningayamkeli na enye? Ingaba iyintoni imbuyekezo kwabo benza oku phakathi kwenu ngaphandle kokuhlazeka kweli hlabathi nokuba bafakwe kwesona sohlwayo sibuhlungu ngoMhla woVuko? Ayingaba Akakwazi uAllâh oko Nikwenzayo.

86. Abo ngabo bathenga ubomi beli hlabathi ngexabiso loBomi oBuzayo. Isohlwayo sabo asiyi kwenziwa lula, kwaye abayi kuncedwa.

Icandelo 11

87. Sanika uMûsâ iNcwadi, Saza Samlandelisa ngothotho lwabaProfeti, kananjalo Sanika u'Îsâ[28] unyana kaMaryam[29] imiqondiso ecacileyo, Samxhasa ngoMoya oyiNgcwele[30]. Ingaba nakusoloko qho xa kufike uMprofeti kuni ephethe oko nina ningakuthandiyo niba nenkukhumalo? Abanye nala ukukholwa kubo, bambi nababulala.

88. Bathi, "Iintliziyo zethu zisongelwe.[31]" Nakanye, uAllâh Ubaqalekisile ngenxa yokungakholwa kwabo, kuncinane abakholelwa kuko.

89. Bathi kwakufika isiBhalo[32] kubo, sivela kuAllâh, singqina eso sikubo nangona kwakumathuba angaphambili babehleli

28 U'Isâ (2:87) nguYesu, uKhristu

29 UMaryam (2:87) nguMariya, umama kaYesu Khristu

30 UMoya oyingcwele sisiphatha zithunywa uJibril (2:87) okanye uJibra-il okwaziwa ngokuba nguGabriyeli.

31 Xa besithi iintliziyo zabo zisongelwe (2:88) bathetha ukuba zigqunyiwe, ke ngoko bona bengamaYuda abeva, abakwazi kuliqiqa ilizwi lika-Allâh. Ngamanye amazwi bona abayiva into ebhalwe kulo.

32 IsiBhalo esikubo (2:89) (amaYuda) esingqinelwa yiKuran eNgcwele yiNcwadi yeTawrat (iTorah) eyayityhilwe kuMprofeti uMusa, uxolo lube naye.

becela kuAllâh ukuba Abanike uloyiso[33] phezu kwabo bangakholwayo, kodwa kwathi kwakufika oko bakwaziyo basuka bala ukukholwa kuko. Ke kaloku isiqalekiso sika- Allâh masibe phezu kwabangakholwayo.

90. Akusangcole ngako oko bathengise imiphefumlo yabo ngenxa yako, ngokuthi bale ukukholwa koko kutyhilwe nguAllâh, bebangwa ngumona wokuba uAllâh ngoBabalo lwaKhe Ethe Wathumela uMyalezo waKhe kuye nabani na Amthandileyo kwiziCaka zaKhe. Ngokwenza oko bazibizele ingqumbo phezu kwengqumbo. Siya kuba lihlazo isohlwayo sabo bangakholwayo.

91. Xa kusithiwa kubo, "Kholwani koko uAllâh Akutyhilileyo," bathi bona, "Thina sikholwa koko kwatyhilwa kuthi," kodwa abakholwa koko kwatyhilwa emva kwako, nangona kuyinyaniso engqina oko kukubo. Yithi kubo, "Nababulalelani ke abaProfeti baka-Allâh ukuba ngenene niyakholwa?"

92. Inene uMûsâ wafika kuni nobungqina obucacileyo; kodwa phezu kwako konke oko nina nanqula ithole emva kwakhe naba ngabagabadeli.

93. Yabonani! Sathabatha uMnqophiso wenu, Saphakamisa intaba yaqonga phezu kwenu (Sathi), "Thabathani oko Sininike kona, niphulaphule." Bathi bona, "Sivile asathobela", neentliziyo zabo zabe zizele kukunqula ithole ngenxa yokungabi nalukholo kwabo. Yithi "Ikukungcola into eniyiyalelwa lukholo lwenu ukuba niyakholwa."

94. Yithi, "Ukuba ngaba ikhaya lasemva kobu bomi elikuAllâh lelenu ngokukodwa, alinakufunyanwa ngabanye abantu, langazelelani ukufa ke ukuba ninyanisile."

33 La maYuda (2:89) ayesoloko ethandaza kuAllâh ukuba awathumelele uMprofeti uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, khona ukuze awakhokelele ekoyiseni iintshaba zawo. Kodwa wathi esakufika asuka wona akakholwa kuye

95. Kodwa abasokuze bakulangazelele (ukufa) ngenxa yoko bakwenze ngezandla zabo yaye uAllâh Unolwazi ngabakwenzayo.
96. Inene uya kuwafumana (amaYuda) ingawona abunyolukele kakhulu ubomi beli hlabathi kwaye abunyolukele ngaphezulu nakubakhonzi bezithixo. Ngamnye kuwo unga anganikwa iwaka leminyaka lobomi. Kodwa ukuphila ithuba elide kangako akuyi kumsindisa nakancinane kwisohlwayo. Yaye uAllâh nguMazi wabenzi bobubi.

Icandelo 12

97. Yithi, "Nabani na olutshaba kuJibrîl, (kuba) inene yena uzise isiTyhilelo entliziyweni yakho ngemvume ka-Allâh, singqina oko kwatyhilwa ngaphambili kunaso, sikwasisiKhokelo neendaba zovuyo kumakholwa.
98. Nabani na olutshaba luka-Allâh, iingelosi zaKhe, abaProfeti baKhe, uJibrîl noMikâla[34] inene, uAllâh Ulutshaba kwabangakholwayo."
99. Kananjalo Sityhile iiVesi ezicacileyo (ze'Kur'ân) kuwe yaye akukho namnye ongakholwayo kuzo ngaphandle kwabenzi bobubi.
100. Asiyonto yabo yesiqhelo na (into yokuba) qho xa benze uMnqophiso; iqela elithile apha kubo liwujule phaya? Ewe! Inyaniso kukuba uninzi lwabo abakholwa.
101. Kananjalo kuthe kwakufika kubo uMthunywa[35] evela kuAllâh, engqina oko kukubo, iqela labo babenikwe isiBhalo basijula emva kwabo isiBhalo sika-Allâh (i'Kur'an), benza ngathi abazi!

34 UMikâla (2:98) naye ngomnye weziphatha zithunywa owaziwa ngokuba nguMikayeli.
35 UMuhammad, uxolo neentsikelelo zibe phezu kwakhe (2:101).

102. Balandela okwakucengcelezwa ngooSathana ngexesha lobukumkani bukaSulaymân.[36] Akazanga angakholwa uSulaymân koko yayingooSathana abaya bangakholwa, abafundisa abantu ukwenza ubugqi nezinye izinto (zobugqi) ezehla eBhabheli kwiingelosi ezimbini, uHârût noMârût. Akukho namnye (umntu) ezamfundisayo zingathi, "Thina, siluvanyo, musa ukungakholwa ke." Bafunda (abantu), kuzo oko kwenza iyantlukwano phakathi kwendoda nomfazi wayo kodwa ke babengekhe bonzakalise namnye (mntu) ngabo (obo bugqi) kungengamvume ka-Allâh kwaye bafunda okwaba yingozi kubo, hayi okwaba yinzuzo kubo. Kananjalo babesazi okokuba lowo ubuthengayo (ubugqi[37]) akayi kuba nasabelo kuBomi oBuzayo. Akusangcole oko bathengisa ngemiphefumlo yabo kuko ukuba babesazi!

103. Kanti ukuba babevele bakholwa (kuAllâh), bazilondoloza ekwenzeni izono, ubuya kuba mhle kakhulu umvuzo osuka kuAllâh ukuba bebesazi!

Icandelo 13

104. Hini na nina bakholwayo! Musani ukuthi kuMprofeti, *"Râ-'inâ*[38]", koko yithani, "*Undzhurnâ*," (Khawusijonge),

36 USulaymân (2:102) nguSolomon, uxolo lube naye.

37 Abenzi bemilingo (2:102), ngoosobugqi, abenzi bee*'magic'*, abakhafuli, amagqirha, izanuse, abavumisi, oosiyazi, abantu abathwelele ubutyebi, ukuthakatha, namaxhwele. Ulwazi lokwenza obu bugqi lulandwa lwayanyaniswe noMprofeti uSolomon, uxolo lube naye.

38 *Raa'inaa*: (2:104) yaye iyindlela ehloniphekileyo eyayisetyenziswa ngamaMuslim xa efuna ukuthetha noMprofeti, efuna ukuba awahoye kodwa ngenxa yokuba amaYuda asuka aliguqula eli gama laba sisithuko ngokuthi aliphimisele gwenxa, ngokujika nje unobumba othile kulo. Igama, *"Raa'inaa*", intsingiselo yalo ngu"khawusijonge", ikwanye neyegama ekwathi kamva kwafuneka ukuba makusetyenziswe lona. u"*Undzurnaa"* (Khawusijonge).

niphulaphule kananjalo, kwabangakholwayo iya kuba sisohlwayo esibuhlungu.

105. Ayingomnqweno wabo bangakholwayo kuBantu beNcwadi[39] nakubakhonzi bezithixo ukuba nantoni na elungileyo evela eNkosini yenu ihle phezu kwenu! Kodwa Yena uAllâh Uyazikhethela ngoBabalo lwaKhe lowo Amthandileyo. Kuba uAllâh nguSobubele oMkhulu.

106. Nayiphi na iVesi eSiyitshitshisayo okanye Siyenze ilityalwe, (endaweni yayo) Sibeka engcono okanye efana kwanayo. Akwazi na wena okokuba uAllâh Unamandla ngaphezu kwezinto zonke.

107. Akwazi na wena okokuba ulongamelo lwamazulu nomhlaba loluka-Allâh? Kwanokuba ngaphandle koAllâh aninamkhuseli ningenaye namncedi!

108. Makube mhlawumbi nifuna ukumbuza uMprofeti wenu njengoko uMûsâ wayebuzwa mandulo? Kodwa nabani na olahla ukholo athabathe ukungakholwa, inene lowo ulahlekile eMendweni othe Tye.

109. Uninzi lwaBantu beNcwadi lunqwenela ukuba akwaba belunokunilukuhla nijike nibe ngabangakholwayo emva kokuba nikholiwe ngenxa yomona osezintliziyweni zabo nangona sele beyibonile inyaniso[40]. Kodwa xolelani ningengathi aniboni de uAllâh Athobe uMyalelo[41] waKhe. Inene uAllâh Unamandla ngaphezulu kwezinto zonke.

39 Abantu beNcwadi (2:105) ngamaYuda namaKhristu.

40 Inyaniso (2:109) eyayisaziwa ngamaYuda namaKhristu yayikukuba uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, nguMthunywa okanye uMprofeti ka-Allâh.

41 Amazwi ale Vesi (2:109) acaciswa ngcono ngamazwi eVesi 29 kwisahluko sethoba.

110. Yenzani i*Salâh*, ninikele nge*Zakâh*[42] (kuba) nasiphi na isenzo esilungileyo enithe nakhokelisa ngaso phambi kwenu niya kusifumana kuAllâh. Inene uAllâh Ukubona konke enikwenzayo.
111. Kananjalo bathi, "Akukho mntu uza kungena ePaladesi engathanga abe ngumYuda okanye abe ngumKhristu". Leyo yiminqweno njee yabo engento yanto, yithi (kubo), "Vezani ubungqina kaloku ukuba nithetha inyaniso."
112. Inene! Nabani na othe wazinikela kuAllâh aze abe yi*Muhsin*[43], lowo umvuzo wakhe useNkosini yakhe (uAllâh); kwabanjalo akuyi kubakho koyika, bengayi kuxhalaba.

Icandelo 14

113. AmaYuda athi amaKhristu akakho ntweni[44] namaKhristu athi amaYuda akakho ntweni kodwa bacengceleza isiBhalo (esinye) ngokwentetho yabo, batsho (abakhonzi bezithixo) abangenalwazi. UAllâh Uza kugweba phakathi kwabo ngoMhla womGwebo mayela noko bangangqinelaniyo ngako.
114. Ngubani na intswelabulungisa egqitha abo bathintela ukuba iGama lika-Allâh lidunyiswe, likhankanywe kakhulu ezi*masjid*[45] zika-Allâh, bade kananjalo bazame ukuzitshabalalisa? Bekungekho lungelweni kakade kubo ukuba bangene kuzo (ezi *masjid*) bengangeni ngentlonipho. Okwabo iya kuba kukuhlazeka kweli hlabathi, nesohlwayo esikhulu abaya kusifumana kuBomi oBuzayo.

42 i*Zakah* (2:110) ngumrhumo oyi-2,5 pesenti, osisinyanzelo ohlawulwa ngamaMuslim azizityebi qho ngonyaka ukuze unikelwe kumaMuslim ahlelelekileyo.
43 I*Muhsin* (2:112) ngumntu okhonza uAllâh ngokuzinikele kakhulu ade abe ngathi uyaMbona kungenjalo ahlale ezazi yena ukuba uyabonwa nguAllâh.
44 Ukungabikho ntweni (2:113) kuthetha ukungabikho Ndleleni ethe Tye.
45 Iimasjid zika-Allâh (2:114) zizindlu zesikhungu ezisetyenziswa ngamaMuslim ukunqulela igama lika-Allâh.

115. Kananjalo zezika-Allâh iMpumalanga neNtshonalanga, ngoko ke naphi na apho nijika nijongise khona, uBuso[46] buka-Allâh busoloko bukhona, inene uAllâh Ubanzi, nguSolwazi.
116. Kananjalo bathi, "UAllâh Uzele unyana[47]", Uzuko malube kuYe, (Yena Uphakamile, Ukude lee kwezo nto bazayamanisa naYe). Ukant (konke) okusemazulwin nasemhlabeni kokwaKhe yaye konke kuzithoba kuYe.
117. (Yena) nguMbumbi wamazulu nomhlaba. Xa Emisela into Usuka Athi kuyo; "Yibakho!" Ibekho.
118. Ke kaloku abo bangenalwazi bathi, "Utheni na uAllâh Engathethi nathi nje, okanye kutheni na ukuba kungabikho mqondiso uzayo kuthi?" Nabantu bamandulo phambi kwabo batsho amazwi afana kwanalawo. Iintliziyo zabo ziyafana. Thina ngenene Senze imiqondiso yacaca kubantu abakholwa ngokunyanisekileyo.
119. Inene wena Sikuthumele ngenyaniso, ungumvakalisi weendaba ezivuyisayo, ukwanguMlumkisi. Kwaye wena akuyi kubuzwa (nto) ngokunxulumene nabahlali basesiHogweni.
120. Kananjalo amaYuda namaKhristu angekhe aneliseke ngawe wena de ulandele indlela yawo, yithi ke wena (kuwo), "Inene isiKhokelo sika-Allâh siso kuphela isiKhokelo." Ukanti ukuba ubunokuthi ulandele iminqweno yawo emva kokuba ulwazi lufikile kuwe ubungayi kufumana mkhuseli namncedi ngokuchasene noAllâh.
121. Abo Sibanike isiBhalo, baze basifunde, ngendlela elungileyo Abo ngabakholwayo kuso. Ke bona abo bangakholwayo kuso ngabo kanye abaya kulahlekelwa.

46 UBuso buka-Allâh (2:115) buthetha ubukho baKhe obufumaneka kuyo yonke indawo (oku kuthetha ukuba uAllâh Ukho kuyo yonke indawo ngolwazi lwaKhe, hayi ngesiqu.

47 Aba bathi uAllâh Unonyana awamzalayo (2:116) ngamaYuda namaKhristu, nto leyo ikude le noThixo, kuba uAllâh nguMdali, Akangomzali. Zizidalwa ezizalayo nezilwanyana ezidaliweyo, hayi Yena.

Icandelo 15

122. Hini na Bantwana bakwaSirayeli khumbulani uBabalo lwaM eNdanibabala ngalo nokuba Ndakhetha nina kwindalo yonke.
123. Kananjalo yoyikani iMini apho kungayi kubakho mntu uya kunceda omnye, kungayi kubakho mbuyekezo iya kwamkeleka kuye, kungayi kubakho ntethelelo iya kuba yinzuzo kuye, bengayi kuncedwa nakuncedwa.
124. Khumbulani nokokuba iNkosi kaIbrâhîm[48] Yamvavanya ngemiyalelo ethile, nawathi wayizalisekisa. Waza (uAllâh) Wathi, "Wena Ndikunyule ukuba ube yi-Imâm[49] yabantu. "Waphendula yena wathi, "Nakwinzala yam." Wathi (uAllâh), uMnqophiso waM awubandakanyi nabenzi bobubi."
125. Nikhumbule kananjalo okokuba Senza iNdlu[50] ukuba ibe yindawo yokuhlanganela kwabantu kwanokuba ibe yindawo yokhuseleko. Ke kaloku thabathani indawo[51] awema kuyo uIbrâhîm ukuba ibe yindawo yokuthandazela. Kananjalo Samyalela, uIbrâhîm noIsmâ'îl ukuba bayenze ngcwele iNdlu yaM, bayingcwalisele abo bayijikelezayo nabahlala baphumle kuyo okanye baqubude kuyo.
126. Khumbulani okokuba uIbrâhîm wathi, "Nkosi yam Yenza esi sixeko ibe sisixeko sokhuseleko. Unike abantu baso iziqhamo (ingakumbi) abakholwayo kuAllâh nakwiMini yokuGqibela." UAllâh Waphendula, "Lowo ungakholwayo Ndiya kumyeka ahlale enelisekile okwethutyana, Ndize Ndimnyanzelise ukuba angene eMlilweni wokumngcungcuthekisa. Hayi ububi besiphelo solo hambo."

48 UIbrâhîm (2:124) nguMprofeti uAbraham.
49 I-Imâm (2:124) ngumntu, ngumfundisi, ngumbingeleli okanye umlungiseleli, oma ngaphambili akhokele amaMuslim emthandazweni.
50 INdlu (2:125) ekuthethwa ngayo apha yiKa'bah.
51 Indawo awema kuyo uIbrâhîm (2:125) yi*ma'kâma Ibrâhîm* ephambi kweKa'bah eMakkah.

127. Kananjalo uIbrâhîm noIsmâ'îl benyusa isiseko seNdlu (iKa'bha) besithi, "Nkosi yethu! Yamkela (lo msebenzi) kuthi, inene Wena Uva konke, UnguMazi weento zonke.
128. Nkosi yethu! Senze sibe ngabazithobayo kuWe (thina) nenzala yethu ibe sisizwe esikuthobelayo Wena, Usibonise kananjalo imiqathango (ye*Hajji*[52],) Wamkele kananjalo inguquko yethu kuba kakade nguWe Owamkela inguquko, UnguSozinceba.
129. Nkosi yethu! Bathumelele uMthunywa ongowabo[53], oza kubacengcelezela iiVesi, abayalele ngokweNcwadi (i'Kur'ân) nangobulumko, Ubahlambulule, inene Wena, UnguSomandla, uSobulumko."

Icandelo 16

130. Ngubani na lowo ulahla inkolo kaIbrâhîm (uAbraham) ngaphandle kwalowo uzenza isidenge? Inene yena uIbrâhîm Samkhetha kweli hlabathi, yaye kuBomi oBuzayo uya kuba phakathi kwamalungisa.
131. Yabonani! Yathi iNkosiyakhe Isakuthikuye, "Zinikele (kuM)." Wathi yena, "Ndiyazinikela kwiNkosi yamaphakade".
132. (Ke kaloku oko kuzinikela kwakhe) kwayalelwa nguIbrâhîm koonyana bakhe nanguYa'kûb[54] (esithi), "Hini na bantwana bam! UAllâh Unikhethele inkolo (yokwenene), Ke ngoko ningaze nife ningasengawo amaMuslim".
133. Ingaba nanikhona na ngethuba ukufa kufikela uYa'kûb? Yabonani! Wathi koonyana bakhe, "Niya kunqula bani na ndakuba ndibhubhile? Bathi bona, "Siya kunqula uThixo wakho (uAllâh), UThixo, wookhokho bakho, kaIbrâhîm,

52 UHambo oluNgcwele (2:128).
53 UMthunywa ongowabo (2:129) nguMprofeti ophuma phakathi kwabo. Okunene ke lo mthandazo kaIbrâhîm waphendulwa ngokuthi kuthunyelwe uMprofeti uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe.
54 Uya'kûb (2:132) ngu Yakobi.

uIsmâ'îl, noIs-hâ'k,[55] uThixo Omnye kwaye siya kuzinikela kuYe sibe ngamaMuslim."

134. Eso sisizwe esadlulayo. Baza kuvuna umvuzo woko bakusebenzelayo, nani nakuvuzwa ngoko nikwenzileyo. Aniyi kubuzwa (nto) ngoko bakwenzayo.

135. Kodwa bathi, "Yibani ngamaYuda okanye amaKhristu khon'ukuze nibe seNdleleni (ethe Tye)". Yithi (kubo), "Nakanye, inkolo kaIbrâhîm yiyo kuphela inkolo, yaye yena akazanga abe ngumnquli zithixo".

136. Yithani, "Thina sikholwa kuAllâh, nakoko kuthunyelwe kuthi nakoko kwathunyelwa kuIbrâhîm umHanîf, kuIsmâ'îl, kuIs-hâ'k, kuYa'kûb nakwizizwe[56] nakoko kwatyhilwa kuMûsâ naku'Isâ nakoko kwanikwa abaProfeti kuvela eNkosini yabo. Asenzi mahluko phakathi komnye nomnye kubo. Kananjalo thina sizinikela kuYe [uAllâh (singamaMuslim)].

137. Ke kaloku ukuba bayakholwa koko nina nikholwa kuko baya kuba baphantsi kwesiKhokelo kodwa ukuba bathe bakreqa, baya kuba (bakwicala) labaphikisi, ke ngoko uAllâh Wanele kuwe Eyedwa ngokuchasene nabo, kwaye Yena nguSokuva, uSolwazi.

138. (Inkolo yethu) lubhaptizo luka-Allâh, ngubani na (omnye) onobhaptizo olungcono kunolo luka-Allâh? Yaye nguYe esiMnqulayo.

139. Yithi (kumaYuda nakumaKhristu), "Niphikisana nathi na nina ngoAllâh, lo gama Yena eyiNkosi yethu, EkwayiNkosi yenu? Sibe kananjalo siza kuvuzwa ngezenzo zethu nani nivuzwe ngezenu. Sibe thina sinyanisekile kuYe?"

140. Okanye nithi uIbrâhîm, uIsmâ'îl, uIs-hâ'k, uYa'kûb nezizwe babengamaYuda okanye amaKhristu? Yithi (kubo) "Ingaba nini na abanolwazi okanye nguAllâh Onolwazi (ngaphezu kwenu)?" Ngubani na oyintswela bulungisa ogqitha umntu

55 UIs-hâ'k (2:133) nguIsake.

56 Izizwe (2:136) zizizwe ezilishumi elinambini zakwaSirayeli.

ofihla ubungqina[57] abufumene kuAllâh? Yaye uAllâh ayingaba Akakuboni oko nikwenzayo.

141. Eso sisizwe esadlulayo. Baza kuvuna umvuzo woko bakusebenzelayo, nani nakuvuzwa ngoko nikwenzileyo. Aniyi kubuzwa (nto) ngoko bakwenzayo.

Icandelo 17

Isiqendu 2

142. Iziyatha phakathi kwabantu ziza kuthi, "Yini na ebajikileyo kwi'Kiblah yabo leyo bebekade bejongisa kuyo (emthandazweni?") Yithi, "IMpuma neNtshona zezika-Allâh zombini yaye (uAllâh) Ukhokelela eNdleleni eNgqalileyo lowo Amthandileyo.

143. Ke ngoko Sinenze nasisizwe esiphakathi (esilungeleleneyo, esizinzileyo) khon'ukuze nibe ngamangqina phezu koluntu, yena uMthunywa abe lingqina phezu kwenu. Kananjalo i'Kiblah[58] ebenikade nijongisa kuyo, Siyenzele ukuvavanya abo balandela uMthunywa[59] (babonakale) kwabo bajibilikayo. Inene (olo vavanyo) lube nzima ngaphandle kwabo uAllâh Abakhokelele eNdleleni. Kwaye uAllâh Asokuze Enze izenzo zenu zingabi nto yanto. Inene uAllâh Unobubele, nguSozinceba woluntu.

144. Inene Sikubonile ukubhekisa kwakho ubuso bakho ezulwini, Ngenene Siya kukubhekisa kwi'Kiblah eza kukukholisa, Ngoko ke bhekisa ubuso bakho kwicala leMasjid eNgcwele. Naphi na apho nina bantu nikhoyo, bhekisani ubuso benu

57 Ubungqina (2:140) ekubhekiswa kubo apha bubungqina bokukholwa kuMuhammad, uxolo neentsikelelo zika- Allâh zibe phezu kwakhe, bungqina obo amaYuda ayenolwazi ngabo bubhalwe kwiziBhalo zawo kodwa ebufihla wona.

58 I'Kiblah (2:143) licala ekujongiswa ngakulo ngamaMuslim xa athandazayo, cala elo iNdlu yonqulo ka-Allâh iKa'bah eseMakkah kwelama-Arabhu ikulo.

59 UMthunywa (2:143) nguMprofeti uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe.

kwelo cala. Inene abantu ababenikwe isiBhalo bakwazi ngcono okokuba ukujongisa ngakwiKa'bha eseMakkah emthandazweni yinyaniso leyo evela eNkosini yabo. Yaye UAllâh Ayingaba Akanalwazi ngoko bakwenzayo.

145. Enokuba ubunokuveza yonke imiqondiso kuBantu beNcwadi bebengekhe bakulandele kwi'Kiblah yakho, ube nawe ungenakulandela i'Kiblah yabo. Kanti nabo abangekhe balandele i'Kiblah yomnye nomnye phakathi kwabo. Inene ukuba ungalandela iminqweno yabo engendawo, emva kokuba oko kululwazi sele kufikile kuwe ubuya kuba ngomnye wabagabadeli.
146. Abo Sibanike isiBhalo bayamazi yena (uMuhammad) kanye njengoko besazi oonyana babo. Kodwa iqela elithile kubo liyayifihla inyaniso ngoku liyazi.
147. (Le) yinyaniso evela eNkosini yakho ngoko ke ungabi ngomnye wabo bathandabuzayo.

Icandelo 18

148. Kuba nasiphi na isizwe sinecala esijongisa kulo (xa sithandazayo), ke ngoko khawulezisani ukwenza konke okulungileyo. Nokuba niphi na apho nikhoyo. UAllâh Uya Kunidibanisa ndawonye nonke (ngoMhla wokuGqibela). Inene uAllâh Unamandla ngaphezu kwezinto zonke.
149. Nokuba uphi na apho ukhoyo xa uza kuthandaza jongisa ubuso bakho ngakwicala leMasjid eNgcwele (eMakkah). Leyo yinyaniso evela eNkosini yakho. UAllâh Ayingaba Akakwazi oko nikwenzayo.
150. Naphi na apho ukhoyo (xa) uqalisa ukuthandaza, jongisa ubuso bakho kwicala leMasjid eNgcwele, kananjalo nokuba sele niphi na, bhekisani ubuso benu ngakuyo, ukuze nabantu bangenzi ngxoxo nani ngaphandle kwabo bazizingcoli phakathi kwabo, ningankwantyiswa ngabo ke nina koko

yoyikani Mna! Ukuze Ndifezekise uBabalo lwaM kuni, khona ukuze nikhokeleleke.

151. Kananjalo Sithume uMthunywa kuni ongowenu ecengceleza iiVesi zeThu (ze'Kur`ân), enihlambulula, enifundisa isiBhalo (i'Kur`ân) nobulumko, enifundisa noko benikade ningakwazi.

152. Ke kaloku (Hlalani) niNdikhumbula (naM) Ndiya (kuhlala) Ndinikhumbula, yibani nombulelo kuM ningaze nibe ngabangakholwayo kuM.

Icandelo 19

153. Ke nina bakholwayo! Funani uncedo ngomonde nange*Salâh* inene uAllâh Unabo banomonde.

154. Musani ukuthi abo babulewe eNdleleni ka-Allâh, "bafile", Nakanye, bayaphila, koko anikuqondi nina oko.

155. Kwaye ngokwenene Siya kunivavanya ngento eluloyiko, indlala, ilahleko yobutyebi, ukufa, (ilahleko) yeziqhamo, (izityalo) kodwa ke vakalisa iindaba zovuyo kwabo banomonde.

156. Abo bathi xa behlelwe lishwangusha, bathi, "Inene sivela kuAllâh kananjalo siya kubuyela kwakuYe."

157. Aba ngabo iintsikelelo ezivela eNkosini yabo ziya kuba phezu kwabo, ikwangabo Eya kubenzela inceba yaye kananjalo ngabo abaphantsi kwesiKhokelo.

158. Inene iSafâ[60] ne Marwah ziyeminye yemiqondiso ka-Allâh. Akusosono kulowo wenza i*Hajji* ne'*Umrah* eNdlwini (iKa'bha) ukuba enze i*Tawâf*[61] phakathi kwazo (iSafâ neMarwah). Lowo

60 ISafaa neMarwah (2:158) ziintaba okanye iinduli ezimbini eziseMakkah ezingakwiNdlu eNgcwele iKa'bha ekuthiwa uHajarah okanye uHagare inkosikazi yesibini kaIbrâhîm yayibaleka phakathi kwazo ifuna uncedo luka-Allâh ukuphelelwa kwayo kukutya komntwana wayo uIsmâ'îl ukushiywa kwakhe apho ngumyeni wakhe uIbrâhîm.

61 I*Tawâf* (2:158) kukunqula uAllâh ngokujikeleza iKa'bha izihlandlo ezisixhenxe

wenza okulungileyo ngokuzithandela kwakhe, inene uAllâh Unombulelo, Unolwazi.

159. Inene abo bafihla ubungqina, nesiKhokelo, eSisithumeleyo emveni kokuba Senze kwacaca ebantwini eNcwadini, abo ngabo kanye abaqalekisiweyo nguAllâh baza baqalekiswa nangabo (bonke) abaqalekisi.

160. Ngaphandle kwabo baguqukayo, benze izenzo zobulungisa, bathethe (inyani) bengafihlisi. Aba Ndiya kuyamkela inguquko yabo. Kwaye Ndim kanye Owamkela inguquko, uSozinceba.

161. Inene abo bangakholwayo, bade bafe bengekakholwa, ngabo isiqalekiso sika-Allâh neseengelosi nabantu bonke siphezu kwabo.

162. Baya kuhlala apho ngonaphakade, yaye isohlwayo sabo asiyi kuncitshiswa, bengayi kuphunyuzwa nakuphunyuzwa (kuso).

163. Ke kaloku uThixo wenu nguThixo Omnye, akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe. USolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 20

164. Inene ekudalweni kwamazulu nomhlaba, nasekuguqulweni kobusuku bube yimini, neenqanawa ezihamba, zinqumle iilwandle ziqulethe oko kubalulekileyo eluntwini, namanzi (emvula) uAllâh Awathumela phantsi esuka esibhakabhakeni, Avuselele umhlaba ngawo emva kokuba ubufile nezidalwa ezinyakazelayo zeendidi zonke Azithe saa (emhlabeni) nasekuvuthuzeni komoya namafu aphakathi kwesibhakabhaka nomhlaba, (konke oko) kuyimiqondiso kubantu ukuba baqiqe.

165. Kananjalo ebantwini kukho abo bazithabathela abanye (oothixo) ngaphandle koAllâh babe ngabaphikisi, babathande njengoko bethanda uAllâh kodwa abo bakholwayo bona bathanda uAllâh ngaphezulu (kwento yonke). Akwaba abo benza ubugwenxa bebenokukhe bajonge, babone xa beza kujongana nesohlwayo (ngaloo) Mini, baza kubona okokuba

onke amandla (namagunya) ngaka-Allâh, (babone kananjalo) nokuba uAllâh Wohlwaya kabuhlungu (kangakanani na).

166. Xa abo babelandelwa (bekhonzwa) bephika abo babe landelwa ngabo, babe besibona isohlwayo, ngeloo xesha, ukuzalana (nokuhlobana) kuza kunqanyulwa (kungabikho phakathi) kwabo.

167. Abo babengabalandeli baza kuthi, "Akwaba besinokuphinda sinikwe (elinye) ithuba lokubuyela (kubomi basemhlabeni), besiya kubaphika njengoko nathi besiphikile". Ngoko ke uAllâh Uya kubabonisa izenzo zabo abaya kuzisola ngazo. Yaye abasokuze (bakwazi) ukuphuma eMlilweni.

Icandelo 21

168. Hini na nina bantu! Yityani oko kuvumelekileyo kulungileyo emhlabeni, ningalandeli ikhondo likaShaytân, inene yena ulutshaba oluselubala kuni.

169. Yena (uShaytân) uniyalela kuphela ukuba nenze okungcolileyo nokuziintloni nokuba nithethe okuchasene noAllâh eningenalwazi ngako.

170. Xa kusithiwa kubo, "Landelani oko uAllâh Akutyhilileyo". Bathi bona, "Nakanye! Thina silandela oko sakubona kulandelwa ngoobawo bethu". Nangona oobawo babo babengaqiqi bengekho naphantsi kwesiKhokelo.

171. Umzekelo wabo bangakholwayo unje ngomntu okhwaza umhlambi wezimvu ongavi nento le ngaphandle kwenkwaza nezikhalo. Bazizithulu, izimumu neemfama, Abaqiqi.

172. Hini na nina bakholwayo yityani izinto ezivumelekileyo eSininike zona, nibe nombulelo kuAllâh, ukuba ngaba ngenene nguYe eniMnqulayo.

173. Yena Unalele ukuba (nitye) isilwanyana esizifeleyo, igazi, nenyama yehagu, nento exhelelwe ukwenziwa idini kwenye into engengoAllâh. Kodwa ukuba ubani uthe wanyanzeliswa

engazithandelanga, engaqhutywa lugabadelo, kulowo akukho sono. Inene uAllâh nguMxoleli Onenceba.

174. Inene abo bafihla oko uAllâh Akutyhilileyo kuseNcwadini, bathenge inzuzwana encinane ngako oko. Abatyi nto yimbi eziswini zabo ngaphandle koMlilo, uAllâh Akayi kuthetha nokuthetha nabo ngoMhla woVuko, Engayi kubahlambulula, yaye okwabo iya kuba sisohlwayo esibuhlungu.

175. Abo ngabo bathenga ukulahleka ngexabiso lesiKhokelo, nesohlwayo ngexabiso lokuxolelwa. Hayi ukuzithemba abanako ngokubhekiselele eMlilweni.

176. Oko kungenxa yokuba uAllâh Uthumele iNcwadi (i'Kur`ân) ngenyaniso. Inene Abo baphikayo ngokumayela neNcwadi (baphambuke) bakude lee ngokuphikisa (kwabo).

Icandelo 22

177. Ayibobulungisa okokuba nijongise ubuso benu eMpumalanga okanye eNtshonalanga (emthandazweni) koko ilungisa ngulowo ukholwa kuAllâh, kwiMini yokuGqibela, kwiingelosi, kwiiNcwadi, kubaProfeti aze anikele ngobutyebi bakhe, nangona ebuthanda, abunike izizalwana, anike iinkedama, namahlwempu, nabaseluhambeni, nabo bacelayo, nokukhulula amakhoboka, enze i*Salâh* anikele nge*Zakâh*, nabazalisekisa izithembiso zabo xa bethe bazenza, nabanyamezelayo xa bethwaxwe yintlupheko enkulu nabakwiintlungu zokugula, nangethuba lokulwa (iimfazwe). Abo ngabona bantu benyaniso yaye bona banyulu.

178. Hini na nina bakholwayo! Umthetho wokulingana umiselwe kuni ngokubhekiselele ekubulaleni: okhululekileyo ngokhululekileyo, ikhoboka ngekhoboka, owasetyhini ngowasetyhini, kodwa ke ukuba umbulali uyaxolelwa ngumntakobomfi lowo ukuba angahlawuli imali yegazi, oko makwenziwe ngesihle. Intlawulo yemali yegazi kwindlalifa

mayenziwe ngesihle nayo leyo. Olu luthomalaliso (lobubi) nenceba evela eNkosini yenu. Ke emva koku lowo uthe wagabadela watsiba imida; uya kufumana isohlwayo esibuhlungu.

179. Kananjalo kukho usindiso lomphefumlo kuni kumthetho wokulingana. Hini na nina bantu banengqiqo, khon'ukuze nibe ngabanyulu.

180. Kungummiselo kuni okokuba xa ukufa kuthe kwasuba nawuphi na kuni, ukuba (loo mntu) ushiya ubutyebi ngemva kwakhe makenze umyolelo kubazali bakhe nezalamane zakhe ngendlela elungileyo oku kuluxanduva (lwenu) nina banyulu.

181. Lowo uguqula umyolelo emva kokuba ewuvile, isono siya kuba phezu kwabo benze inguqu. Inene uAllâh nguSokuva, uSolwazi.

182. Ke lowo uthe waba noloyiko lokuba elinye lamangqina lenze intswela-bulungisa okanye ubugwenxa, aze apho enze uxolelwaniso phakathi kwabo banembambano akuyi kubakho sono kuye. Inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

Icandelo 23

183. Hini na nina bakholwayo! Ukuzila kumiselwe kuni njengoko kwakumiselwe kwabo bangaphambili kunani khon'ukuze nibe ngamalungisa.

184. Kugcineni ukuzila ixesha eliziintsuku eziliqela ezimiselweyo, kodwa ukuba ubani kuni uye wagula okanye abe seluhambeni, ezo ntsuku aziphosileyo kofuneka aphinde azizile kwakhona. Ke kwabo bathi bazile phantsi kobunzima[62] kukubo ukuba bakhethe ukuzila okanye bondle amahlwempu. Ke lowo wenza ubulungisa ngokuzithandela, kolunga kakhulu kuye. Ukuzila yeyona nto ilungileyo kuni ukuba benisazi.

62 Abazila phantsi kobunzima (2:184) ngabantu abadala, abalupheleyo kunye nabo bazila begula.

185. Inyanga yeRamadhân yinyanga ekwatyhilwa ngayo i'Kur'ân ukuba ibe sisiKhokelo soluntu nemiqondiso ecacileyo nenqobo yokwahlula (phakathi kokulungileyo nokungalunganga). Nabani na kuni othe wayibona inyanga, makazile ukutya ngaloo nyanga, Ke yena ogulayo kungenjalo oseluhambeni, iintsuku ezilingana nezo (zokuzila) angazizilanga yena makazizile kwakhona. UAllâh Ufuna ukunenzela lula, Akafuni ukunenzela ubunzima. (Akufunayo kukuba) nizalisekise iintsuku ezilingana nezo kwanokuba niMenze Mkhulu (igama laKhe) ngokuba Enikhokele khon'ukuze nibe nombulelo kuYe.
186. Ke kaloku xa izicaka zaM zikubuza ngaM yithi kuzo Mna Ndikufuphi kuzo yaye Ndiyaziphendula izicelo zalowo ucelayo xa ecela kuM. Ke ngoko mabaNdithobele, bakholwe kuM, khon'ukuze bakhokeleleke eNdleleni ethe Tye.
187. Kuvumelekile kuni ukuba nidibane ngesondo nabafazi benu ebusuku ngeentsuku zokuzila. Bona baziingubo zenu kanti nani nikwaziingubo zabo. UAllâh Uyazi okokuba benisoloko niziqhatha, kodwa Yena Wabuya ngenceba kuni, Wanixolela. Ke ngoku yabelanani nabo ngesondo, nize nifune oko uAllâh Anibekele kona (abantwana), nitye ukutya kude kuvele umgca omhlophe woms'obomvu ubonakale, ucace, wohluke kumgca omnyama, nize nigqibezele ukuzila kwenu kude kuwe ubusuku. Ke kaloku musani ukwabelana ngesondo nabo xa nikwi-i'tikâf[63] ezimasjid. Le yimiqathango (emiselwe) nguAllâh, ke ngoko musani ukusondela kubo. Wenza njalo ke uAllâh ukucacisa iiVesi zaKhe eluntwini khon'ukuze babe ngamalungisa.

63 I-I'tikâf (2:187) kukuhlala emasjid. Ushiye zonke izinto zehlabathi ujongane nonqulo luka-Allâh kuphela, ubukhulu becala i-Itikâf yenziwa ngenyanga yeRamadhân kodwa ingenziwa nanini na umntu ethanda. Kuthandeka umntu ayenze sekushiyeke iintsuku ezilishumi ukuba iphele inyanga yeRamadhân oko kusisithethe sikaMprofeti uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe

188. Ningatyelani iingqwebo zenu ngendlela yentswela-bulungisa, ningabaniki iminyobo abasemagunyeni nisenzela ukuba nitye inxalenye yengqwebo yabanye ngabom nisona.

Icandelo 24

189. Bayakubuza wena (Muhammad) ngokuthwasa kweenyanga. Yithi, "Le yimiqondiso yokuphawula amaxesha amiselwe uluntu ne*Hajji*". Ayibobungcwele ukungena emizini yenu ngasemva kodwa ongcwele ngulowo woyika uAllâh. Ke ngoko ngenani ezindlwini zenu ngeminyango yokwenene, noyike uAllâh khon'ukuze nibe nempumelelo.
190. Yilwani eNdleleni ka-Allâh nabo banilwayo, kodwa ningagabadeli. Inene uAllâh Akabathandi abagabadelayo.
191. Nibabulale naphi na apho nibafumana khona, nibagxothe, nibakhuphe apho banigxotha banikhupha khona. Kuba i*Fitnah*[64] imbi kunokubulala. Ke kaloku musani ukulwa nabo eMasjid eNgcwele ngaphandle kokuba bona (baqale) balwa nani khona apho, kodwa ukuba bayanihlasela, babulaleni, oko kuya kuba ngumvuzo wabangakholwayo.
192. Kodwa ukuba bayayeka (ukulwa nani), uAllâh nguMxoleli uSozinceba.
193. Yilwani nabo kude kuphele Ingcinezelo[65] nonqulo lube loluka-Allâh (Yedwa) kodwa ukuba bayayeka, makungabikho lugabadelo (kwelenu icala) ngaphandle kokuchasene nabenzi bobubi.

64 Igama *'fitnah'* (2:191) lineentsingiselo ezininzi ngokweIslam, lithetha intshutshiso, ungcikivo, intlebendwane okanye ingcinezelo.

65 Ingcinezelo 'i*fitnah*' (2:193) ngokwale Vesi ingathetha ukuthabatha amalungelo abanye, ukubadobelela bangakwazi ukuziphuhlisa, baphucule imeko yabo. Olwesibini uhlobo lwengcinezelo ingaba kukuba umntu akhonze enye into engengoAllâh kungenjalo umntu axube uAllâh nezinye izinto kunqulo lwakhe izinto ezinje ngokunqula abantu abafileyo izinyanya, kuthiwe zincedisana noAllâh, yingcinezelo leyo eyenziwa ngumntu esiqwini sakhe

194. INyang eNgcwel yeyeNyang eNgcwele, nezinto ezalelweyo. Kukho umthetho wokulingana (omiselweyo). Lowo utsiba ngaphaya kwesalelo achasane nani, yenzani ugabadelo olukwanjalo nani kuye. Noyike uAllâh, nisazi kananjalo okokuba uAllâh Ungakumalungisa.

195. Ukunikela ngamalizo kwenzeni eNdleleni ka-Allâh ningazigaxelekisi entshabalalweni ngezandla zenu, nina yenzani okulungileyo. Inene uAllâh Uyabathanda abenzi bokulungileyo.

196. Yenzeni kakuhle i*Hajji* ne'*Umrah* niyenzela uAllâh. Kodwa ukuba nithe nathinteleka ekuyenzeni (ngokupheleleyo), xhelani iminikelo yamadini eninokuba nako ukunikela ngawo. Ningazichebi iintloko zenu zide izilwanyana zenu zomnikelo zifike kwindawo yeminikelo. Nabani na lowo kuni ugulayo okanye onesifo entlonzeni yentloko yakhe (esimnyanzelisa ukuba achebe phambi kwexesha) makahlawule i*fidya*[66] ngokuthi azile ukutya (iintsuku ezintathu) kungenjalo anikele nge*Sada'kah* okanye anikele ngokuxhela (igusha) yedini. Ke kaloku xa nithe naba kwindawo ekhuselekileyo kanti nabani na owenze i'*Umrah* ngenyanga ye*Hajji*, ingekaqalisi i*Hajji*, makanikele ngokuxhela isilwanyana anokuba nako ukusithenga, kodwa ukuba uthe akabi nako, makazile ukutya iintsuku ezintathu ngeentsuku ze*Hajji*, alandelise ngokuzila iintsuku ezisixhenxe esakubuyela kowabo. Ezo ziintsuku ezilishume eziphelelelyo. Oku kwenziwa ngulowo usapho lwakhe lungekho eMasjid eNgcwele (ongengommi waseMakkah). Yoyikani uAllâh ngamandla, nazi kananjalo okokuba uAllâh Wohlwaya kabuhlungu.

66 I*fidya* (2:196) luhlobo lwamalizo ayintlawulo oluye lwenziwe ngulowo wenze isiphoso, lungaba yintlawulo eyimali, impahla, ukutya okanye ukuzila ukutya. Kanti le ntlawulo iyenziwa nangabo bangakwaziyo ukuzila ngenxa yempilo.

Icandelo 25

197. I*Hajji* ikwiinyanga ezaziwayo nabani na ke ngoko ozimisele ukwenza i*Hajji* makangabelani ngesondo, angenzi sono, angaxambulisani (namntu) ngokungeyomfuneko ngexesha ekwi*Hajji*. Ke kaloku nayiphi na into elungileyo enithi niyenze, uAllâh Uyayazi. Ziphatheleni umphako wohambo, kodwa owona mphako ulungileyo bubunyulu ngoko ke yoyikani Mna, Hini na nina bantu baziingqondi.
198. Akukho sono kuni ngokuthi nifune iimbonelelo zeNkosi yenu (ngexesha le*Hajji* ngokuthi ninaniselane). Xa niphuma e'Arafah Mkhumbuleni uAllâh (ngendumiso zaKhe) *eMash'aril-Harâm*[67], Mkhumbuleni kananjalo Yena njengoko Eninike isiKhokelo. Inene nina ningabanye babo babesekulahlekeni ngaphambili.
199. Phumani nimke (ke ngoko) endaweni leyo abantu baphuma bamke kuyo, nicele itarhu kuAllâh. Inene uAllâh nguMxoleli, Ohlala Enenceba.
200. Nakugqiba ke ukwenza yonke imimiselo ye*Hajji*, mkhumbuleni uAllâh njengoko nikhumbula ooyihlomkhulu benu kungenjalo (Mkhumbuleni uAllâh) ngenkumbulo ethe chatha. Kodwa ebantwini (apha) kukho abo bathi, "O Nkosi yethu! Siphe (izipho zaKho) kweli hlabathi!" Abanjalo abayi kuba nasabelo kuBomi oBuzayo.
201. Ukanti phakathi kwabo kukho abo bathi, "O Nkosi yethu! Siphe oko kulungileyo kweli hlabathi, nakuBomi, oBuzayo (Usiphe) okulungileyo. Usisindise kwisohlwayo soMlilo."
202. Bona baya kubekelwa (bucala) isabelo soko bakusebenzelayo yaye uAllâh Uyakhawuleza ukufaka embuzweni.

67 *Imash'arAl-Harâm* (2:198) yiMuzdalifah eyindawo eyaziwa kakhulu engaseMakkah, apho iindwendwe ezingcwele kuye kufuneke ukuba zime khona zichithe ubusuku bonke bomhla we-10 kaDthul Hijja, kungenjalo zihlale inxalenye yobusuku.

203. Mkhumbuleni uAllâh ngeentsuku ezityunjiweyo[68] kodwa lowo uthe wangxamela ukugoduka iintsuku zisembini, akukho sono kuye nalowo uthe wahlala, akukho sono kuye, ukuba iinjongo zakhe kukwenza okulungileyo nokuthobela uAllâh. Nazi kananjalo okokuba niya kuqokelelwa nonke nimiswe phambi kwaKhe.
204. Ebantwini (apha) kukho lowo untetho yakhe ingakumangalisa kobu bomi balo mhlaba, ade abize uAllâh ukuba Abe liNgqina mayela noko kusentliziyweni yakhe, kodwa ungoyena uthanda ingxwabangxwaba.
205. Naxa emka (kuwe wena Muhammad) imizamo yakhe kukwenza ubutshinga emhlabeni, nokutshabalalisa izityalo nemfuyo kanti uAllâh Akabuthandi ubutshinga.
206. Kuthi kusakuthiwa kuye, "Yoyika uAllâh", isuke inkukhumalo imtsalele kulwaphulo-mthetho ngakumbi. Okumfanele ngokwaneleyo yena sisiHogo, enjani yona ukubambi indawo yokuphumla!
207. Ebantwini (apha) kukho lowo ungada athengise ngobomi bakhe, ngenxa yokukholisa uAllâh kwaye uAllâh UnoBubele kwizicaka (zaKhe).
208. Hini na nina bakholwayo! Ngenani kwi-Islam ngokupheleleyo ningalandeli ikhondo likaShaytân. Inene yena ulutshaba ngokuselubala kuni.
209. Ukuba nithe nakreqa emva kokuba imiqondiso ecacileyo ifikile kuni, yazini ke ngoko okokuba uAllâh nguSomandla, uSobulumko.
210. Ingaba balindele nto yimbi na ngaphandle kwale yokuba uAllâh Eza kusuka Abafikele Ekumathunzi amafu neengelosi? Xa kunjalo ke makube ityala sele ligwetyiwe yaye yonke imicimbi ibuyela kuAllâh.

68 Iintsuku ezityunjiweyo (2:203) ziintsuku ezintlanu ze*Hajji*

Icandelo 26

211. Buza aBantwana bakwaSirayeli okokuba mingaphi na imiqondiso ecacileyo eSabanika yona. Ke lowo uguqula uBabalo luka-Allâh emva kokuba sele lufikile kuye, Inene uAllâh Ubuhlungu esohlwayweni.
212. Buhonjiswe babuhle ubomi balo mhlaba kwabo bangakholwayo, bade bagculele abo bakholwayo. Kodwa bona abo bathobela imiyalelo ka-Allâh bazigcine kude koko Akwaleleyo (ukuba kwenziwe) baya kuba ngentla kwabo ngoMhla woVuko. Yaye uAllâh Wenzela ubuBele lowo Amthandileyo ngaphandle komlinganiselo.
213. Abantu babekade beluluntu olunye, uAllâh Wathumela abaProfeti baKhe neendaba ezivuyisayo kubo zokubalumkisa. Wathumela isiBhalo senyaniso sokugweba phakathi kwabantu kwimicimbi ababengavisisani ngayo. Kananjalo ngabo babenikwe (isiBhalo) kuphela abaya baba neyantlukano ngokuphathelene naso emva kokuba imiqondiso ecacileyo yayisele ifikile kubo ngenxa yentiyano ababenayo omnye komnye. Ke kaloku uAllâh ngentando yaKhe Wakhokelela abo bakholwayo enyanisweni yoko babephikisana ngako. UAllâh Ukhokelela eNdleleni ethe Tye lowo Amthandileyo.
214. Okanye nicinga ukuba niza kungena ePaladesi ningakhanga nivavanywe ngocikido olufana nolo lwabo banandulelayo na? Bathwaxwa ngobuhlwempu obukhulu nezigulo, bacikideka kangangokuba nomProfeti ndawonye nabo babekholwa kunye naye bathi, "Kazi luya kufika nini na uncedo luka- Allâh"! Ewe! Nangoku, uncedo luka-Allâh lukufuphi!
215. Bayakubuza okokuba yintoni na kwingqwebo yabo abanokunikela ngayo.Yithi, "Nantoni na elungileyo enithi ninikele ngayo makube kubazali neenkedama namahlwempu nabaseluhambeni. Kanti nantoni na eniyenzayo ezizenzo ezilungileyo, inene, uAllâh Uyazi kakuhle.

216. IJihâd[69] ingummiselo kuni (maMuslim) nangona niyichasile nje nina, kanti kunokwenzeka okokuba nichase into eyiyeyona ilungileyo kuni nize nithande eyona nto imbi kuni. UAllâh Uyazi kodwa nina anazi.

Icandelo 27

217. Bayakubuza mayela nokulwa kwiiNyanga eziNgcwele[70] Yithi, "Ukulwa kuzo kulugabadelo olukhulu kodwa olona (lugabadelo) lugqithileyo ngokuka-Allâh kukuthintela abantu ukuba bangalandeli iNdlela ka-Allâh, ukungakholwa kuYe, ukuthintela (abantu ukuba bangabi) nakungena kwiMasjid eNgcwele nokugxotha abahlali bayo nonqulo zithixo. Oko kubi ngakumbi kunokubulala. Kananjalo abasokuze bayeke ukulwa nani de banikhuphe enkolweni yenu ukuba bebenako. Nabani na kuni othe wakreqa enkolweni yakhe aze afe esengongakholwayo, lowo izenzo zakhe ziya kulahleka kobu bomi nakuBomi oBuzayo, kwaye baya kuba ngabahlali baseMlilweni, Baze bahlale apho ngonaphakade.
218. Inene abo bakholwayo, nabo baya bafuduka (ngenxa yenkolo ka-Allâh), bazabalaza ngamandla eNdleleni ka-Allâh, bonke aba bona banethemba leeNceba zika-Allâh, Yaye uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
219. Bayakubuza ngeziselo ezinxilisayo nokungcakaza. Yithi kubo, "Kuzo ezo (zinto) kukho isono esikhulu nengeniso (ethile) kubantu, kodwa isono sazo (ezo zinto) sikhulu kakhulu kunengeniso (yazo)". Kananjalo bayakubuza okokuba

69 I*Jihâd* (2:216) ithetha ukulwela intando ka-Allâh okanye ukuzabalazela ukwenziwa kokulungileyo. Nokuzinyanzela komntu ukuba enze izinto ezikholisa uAllâh ikwayenye yeendlela zokwenza iJihâd leyo.

70 IiNyanga eziNgcwele (2:217) zine, yeyokuqala (uMuharam) ibe yeyesixhenxe (uRajab) neyeshumi elinanye (uDthulka'dah) neyeshumi elinesibini (uDthul-Hijjah).

yintoni na abanokunikela ngayo (kumalizo) Yithi, "Yiloo nto ingaphaya kweemfuno zakho". UAllâh Uyenza icace kanjalo ke iMithetho yaKhe khon'ukuze nizikise ukucinga.

220. Kweli hlabathi nakuBomi oBuzayo bakubuza nangeenkedama. Yithi, "Into elunge kakhulu kukusebenza ngentembeko kwizinto ezizezazo. Ukuba nithe naxuba izinto zenu nezazo, zingabantakwenu ke; Kodwa UAllâh Uyamazi umntu ozimisele ukwenza ubutshinga nozimisele ukwenza okulungileyo. Ukuba uAllâh Ebethanda, Ebengasuka Anibeke ebunzimeni. Inene uAllâh nguSomandla, uSobulumko.

221. Ke kaloku ningabatshati abakhonzi bezithixo de bakholwe (kuAllâh, bakhonze Yena Yedwa). Inene umfazi olikhobokazana okholwayo ungcono kunomkhonzikazi wezithixo okhululekileyo enokuba (ubuhle bakhe) buyanimangalisa na. Kananjalo ningendiseli iintombi zenu kubakhonzi bezithixo de bakholwe (kuAllâh, bakhonze Yena Yedwa). Inene indoda elikhoboka ingcono kunomkhonzi wezithixo okhululekileyo enokuba (ubuhle bakhe) buyanimangalisa na. Bona banimemela eMlilweni, kodwa Yena uAllâh Unimemela ePaladesi nakuxolelo lwezono ngokokuthanda kwaKhe kwaye Wenza iiVesi zaKhe zicace ebantwini khon'ukuze bakhumbule.

Icandelo 28

222. Bakubuza ngabafazi abasexesheni Yithi, "Leyo yinto eyingozi. Ngoko ke musani ukusondela kubo lo gama besesexesheni

ningangeni kubo de bahlambuluke[71] exesheni." Kodwa ke besakuba bezihlambulule ningasondela kubo njengoko kumiselwe kuni nguAllâh, ngokuba uAllâh Uyabathanda abo baguqukela kuYe rhoqo, Uya bathanda kananjalo abo bazihlambululayo bazigcine becocekile.

223. Abafazi benu bangamasimi enu, ke ngoko ngenani emasimini enu, nanini na nakanjani na loo ndlela nithande ngayo. Nizenzele izenzo zobulungisa kwangaphambili. Nimoyike uAllâh, nazi kananjalo okokuba nisaza kudibana naYe (kuBomi Obuzayo). Ngoko ke nika iindaba zovuyo kwabo bakholwayo.

224. Musani ukwenza (igama) lika-Allâh into yokusithela kwizifungo zenu ezichasene nokwenza kwenu izenzo ezilungileyo nokuziphatha ngobunyulu, nokwenza uxolo phakathi kwabantu. UAllâh nguSokuva, uMazi weento zonke.

225. UAllâh Akayi kunibeka tyala ngoko nikwenze kungenganjongo ezifungweni zenu, kodwa Uya kunibeka ityala ngoko nikwenze kusuka ezintliziyweni zenu. UAllâh, nguMxoleli, uSozinceba.

226. Abo bathabatha isifungo sokuba bangabelani ngesondo nabafazi babo mabalinde iinyanga ezine, ukuba bayajika (kweso sifungo) uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

227. Ukanti ukuba bagqibe ekubeni baqhawule umtshato, uAllâh nguSokuva, nguSolwazi.

228. Ke kaloku abafazi abaqhawule umtshato baya kulinda (bangatshati) iinyanga ezintathu besiya exesheni, kananjalo akukho mthethweni ukuba bakufihle okudalwe nguAllâh ezibelekweni zabo, ukuba bayakholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela. Amadoda abo anelungelo lokuphinda abathathe

71 Oku (2:222) kuhlambuluka kukuzicoca okwenziwa ngabasetyhini xa bebesexesheni ngokuthi bahlambe umzimba wonke ngamanzi acocekileyo namadoda akuvumelekanga ukuba angahlangana nabo ngesondo bengekawuhlambi umzimba. Kanti amadoda lawo akuvumelekanga ukuba ahlangane nabo ngesondo naxa besandula ukuzala, besopha de ukopha oko kwasemva kokuzala kuphele tu kungabikho, bahlambe umzimba emva koko.

kwakhona phakathi nexesha[72] elo, ukuba bafuna uxolelwaniso. Kwaye (abafazi) bona banamalungelo afanayo nalawo amadoda abo (kuko konke) oko kunembadla (bakwenzayo), kodwa amadoda wona anoxanduva oluthe chatha ngokuphathelene nabo (abafazi) yaye uAllâh nguSomandla, uSobulumko.

Icandelo 29

229. Uqhawulo mtshato lwenziwa kabini, emva koko, ungamgcina (uhlale naye) ngendlela enemvisiswano okanye umkhulule ngesihle. Kodwa akuvumelekanga (kumadoda) ukuba ahluthe nayiphi na inxalenye ye*Mahr*[73] enibanike yona ngaphandle kokuba amacala omabini oyikisela ukungayithobeli imiqathango ebekwe nguAllâh. Kodwa ukuba noyikisela ukuba ningakwazi ukugcina imiqathango ebekwe nguAllâh, akuyi kubakho sono nakuwuphi na kubo bobabini, ukuba lo wasetyhini uyayibuyisela (kwakumniniyo iMahr okanye inxalenye yayo) esenzela ukuzikhulula ngayo. Le yimiqathango ebekwe nguAllâh, ke musani ukuyitsiba. Nawuphi na otsiba imiqathango ebekwe nguAllâh, abo ngabenzi bobubi.
230. Xa ke indoda iqhawule umtshato (izihlandlo ezithathu), akuyi kuba lilungelo ukuba abe ngumfazi wakhe kwakhona de atshatele kwenye indoda. Ukuba ke loo ndoda iye yaqhawula umtshato naye, akuyi kuba sisono kubo bobabini ukuba baphinde babuyelane (nendoda yakhe yokuqala), ukuba phofu baziva benokukwazi ukugcina imiqathango ebekwe nguAllâh.

72 Phakathi nexesha elo (2:228), lixesha lokuqhawula kwabo umtshato kuye kuma ngenyanga leyo yokugqibela ye'ida umfazi kufuneka ayilinde phambi kokuba azimanye ngeqhina lomtshato nenye indoda.

73 *Imahr* (2:229) yimali ekhutshwa ngumyeni ayinike umtshakazi xa betshata, isenokungabi yomali koko ibe siso nasiphi na isipho esifunwe ngumtshakazi lowo kumyeni phambi kokuba batshatiswe.

Le yimiqathango ebekwe nguAllâh, Ayenze yacaca kubantu abanolwazi.

231. Xa niwuqhawule umtshato nabafazi (benu), beligqibile nexesha labo (lokulinda) elibekiweyo; ningaphinda nibathathe kwakhona ngemvisiswano okanye nibakhulule ngesihle. Kodwa ke ningabathathi kwakhona nibathathela ukubangcungcuthekisa, nabani na owenze loo nto, uya kuba uwonile umphefumlo wakhe. Kananjalo ningathabathi (imithetho) ka-Allâh njengento yokudlala, koko khumbulani iziBele zika-Allâh Anenzele zona noko Anithumelele kona kwisiBhalo (i'Kur`ân) nobulumko Anifundisa ngabo. Yaye Moyikeni uAllâh nazi kananjalo okokuba uAllâh Wazi zonke izinto.

Icandelo 30

232. Nisakuba nahlukene nabafazi (benu), nabo bewaqgqibile amaxesha okuba balinde, musani ukubathintela ukuba batshatele kwakumadoda abebetshate nawo (ngaphambili) xa bevisisana bona ngendlela enovelwano. Le mfundiso sisiyalo kuye nabani na kuni okholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela. Oko bubungcwele nobunyulu kuni. UAllâh Uyazi kanti nina anazi.

233. Oomama baya kuncancisa abantwana babo iminyaka emibini epheleleyo, (oku) kokwabo (bazali) banqwenela ukuzalisekisa ixesha lokuncancisa. Kodwa ke uyise womntwana uya kuthwala uxanduva lokuhlawula ukutya konina (womntwana) neempahla (zakhe) zokunxiba ngendlela enovelwano. Akukho mntu uza kuthwala mthwalo kuye angenako ukuwuthwala, kungekho mama uza kuphathwa kakubi ngenxa yomntwana wakhe, kungekho tata (uza kuphathwa kakubi) ngomntwana wakhe. Kwindlalifa kuziimfanelo okufana noko (kwakuziimfanelo kuyise) ukuba (indoda nomfazi) baye

bavumelana ukumlumla umntwana emva kokubonisana akuyi kuba sisono kubo (ukwenza oko). Ukuba ke nithe nagqiba ekubeni nifunele abantwana benu umama[74] wokuncancisa, akuyi kuba sisono oko kuni, ukuba phofu niya kumhlawula (umama lowo) loo nto niya kube nivumelene ngayo ngemvisiswano yenu. Kananjalo moyikeni uAllâh nazi nokuba UAllâh Ukubona konke oko nikwenzayo.

234. Abo bathi bafe kuni beshiya abafazi ngemva, bona (abafazi) abo baya kuzila iinyanga ezine ezineentsuku ezilishumi, besakuligqiba elo xesha akuyi kubakho sono kuni ngokuthi bazibonakalise ngendlela enobulungisa nenesidima (ukuba batshate) yaye uAllâh Ukwazi konke enikwenzayo.

235. Kananjalo akuyi kuba sisono kuni ukwenza uncwaso lokutshata okanye nilufihle ngaphakathi kuni, uAllâh Uyazi okokuba niya kubaqaphela (abo bafazi) kodwa ningenzi isithembiso sesivumelwano nabo emfihlakalweni ngaphandle kokuba nitsho amazwi anentlonipheko ngokoMthetho weIslam[75]. Ningadibani ngesondo lingekapheli ixesha elibekiweyo lokuzila. Yazini kananjalo okokuba uAllâh Uyakwazi okusezingqondweni zenu, Moyikeni ke ngoko. Nazi kananjalo okokuba uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

Icandelo 31

236. Akuyi kubakho sono kuni, ukuba nithe nahlukana nabafazi benu ningekabachukumisi (ngokwesondo) ningekalibeki ixabiso le*mahr*. Kodwa ke banikeni (izipho eziyimfanelo),

74 Umama ongumncancisi, (2:233) ngumama oye acelwe ngabazali bomntwana ukuba abancancisele umntwana wabo. Oku kuyinto eyenzeka kuma-Arabhu yaye lo mama wokuncancisa uyahlawulwa.

75 Ukutsho amazwi anentlonipheko emfazini onqwenela ukumtshata (2:235) kuthetha ukuba kufuneka umntu angenzi nje nokuba kukanjani na xa ezazisa kowasetyhini koko kufuneka atsho amazwi anjengala: "Ukuba umntu angafumana inkosikazi enjengawe angavuya inene".

osisityebi ngokwendlela emfaneleyo, olihlwempu ngokwendlela emfaneleyo. Isipho sexabiso lemvisiswano siluxanduva lwabenzi bokulungileyo.

237. Ukuba nithe nahlukana nabo ningakhanga nada nabachukumisa (ngokwesondo) nibe sele niwubekile (umlinganiselo) we*mahr*, nohlawula isiqingatha sayo, ngaphandle kokuba bona bayavuma ukuyiyeka okanye yona (indoda) umtshato lowo usezandleni zayo, iyavuma ukuyiyeka imnike ixabiso elipheleleyo le*mahr* ebekuvunyelwene ngayo. Kwaye ukuyiyeka amnike ixabiso elipheleleyo kusondele kubunyulu. Kananjalo ningakulibali ukuba nesisa phakathi kwenu. Inene uAllâh Ukubona konke oko nikwenzayo.

238. Londolozani ngqongqo ii*Salâh*, ingakumbi ephakathi[76]. Nime phambi koAllâh ngokuzithobileyo (nazolileyo).

239. Ukuba ngaba ninoloyiko (lotshaba) yenzani i*Salâh* nihamba ngeenyawo okanye nikhwele (kumahashe, okanye izithuthi). Nithi nisakuba kwindawo ekhuselekileyo, niMkhumbule Allâh nithandaze i*Salâh* Ngendlela Anifundise ngayo, enaningayazi (ngaphambili).

240. Ke abo bathi bafe beshiya abafazi babo ngasemva mababenzele abafazi babo umyolelo wesondlo nendawo yokuhlala unyaka wonke bengagxothwanga, kodwa ukuba abafazi abo bayazihambela ngokwabo akuyi kuba sisono oko kuni ngoko bazenzele ngokwabo, ukuba phofu (kwenziwa) ngesidima, UAllâh nguSomandla, uSobulumko.

76 *ISalâh* ephakathi (2:238) akuchaneki ncam ukuba yiyiphi na kuba abanye bathi ngumthandazo wasemva kwemini i'Asar ukanti abanye bathi ngumthandazo wasemini emaqanda iDzhuhr. Kanti bakhona nabanye abathi kusenokwenzeka ukuba ibe ngowasekuseni iFajr. Into ethetha ukuthi awazeki kakuhle ukuba nguwuphi na kanye. Xa kunjalo ke kunyanzeleka ukuba ilondolozwe yonke imithandazo kuba alichazwanga igama lowona ungophakathi kuyo.

241. Kubafazi ekuqhawulwe nobo umtshato, ukondliwa mabakufumane ngemvisiswano, oku kuluxanduva lwamalungisa.
242. Wenza njalo ke uAllâh ukucacisa iivesi zaKhe kuni khon'ukuze niqiqe.

Icandelo 32

243. Awukhumbuli na ngabo baya baphuma bemka bashiya amakhaya abo bengamawaka, besoyika ukufa? UAllâh Wathi kubo, "Yifani", Wabuya, Wabavusa kwakhona. Inene uAllâh UnobuBele ebantwini kodwa uninzi lwabantu alunambulelo.
244. Yilwani endleleni ka-Allâh, nazi kananjalo okokuba uAllâh nguSokuva, uSolwazi.
245. Ngubani na oza kuboleka uAllâh imboleko elungileyo khon'ukuze Yena (Ayibuyise) ngokuphindaphindwe kaninzi? NguAllâh Onciphisayo nowandisayo yaye nina niza kubuyela kuYe.
246. Ingaba awukhumbuli na ngeqela laBantwana bakwaSirayeli emva kwexesha likaMûsâ? Abathi kuMprofeti wabo, "Sinyulele ikumkani size silwe eNdleleni ka-Allâh". Wathi yena ingaba, "Aniyi kulwa na nokuba sele ukulwa kungummiselo kuni?" Bathi bona, "Singathini na ukungalwi eNdleleni ka-Allâh ekubeni sagxothwayo sakhutshwa emizini yethu nasebantwaneni bethu?" Kodwa bathi besakuyalelwa ukuba balwe, bajika, abafuna bonke ngaphandle kweqaqobana labo. UAllâh Ubazi (kakuhle) abenzi bobubi.
247. NoMprofeti wabo (uSamweli) wathi kubo, "Inene uAllâh Uninyulele uTâlût (uSawule) ukuba abe yikumkani yenu". Bathi bona, "Kungathini na ukuba ibe nguye ikumkani kuthi ekubeni isithi nje ababulungeleyo ubukumkani kunaye, yaye yena akanikwanga butyebi baneleyo". Wathi, (uSamweli), "Inene, uAllâh Ukhethe yena kunani Wamandisela

ulwazi ngakumbi nesidima. Ke kaloku uAllâh Unika ubukumkani baKhe kulowo Athande ukumnika yaye uAllâh (nguMlondolozi) Owaneleyo weemfuno zezicaka zaKhe. UAllâh Ubanzi, nguSolwazi.

248. Ke kaloku uMprofeti wabo wathi kubo, "Inene uphawo lobukumkani bakhe kukuba kuza kufika kuni ityesi (ityeya) ekukho kuyo ulwaneliseko oluvela eNkosini yenu nentsalela yoko kwashiywa nguMûsâ noHârûn[77], okwathwalwa ziingelosi. Inene kuko oko kukho umqondiso kuni ukuba ngenene ningamakholwa".

Icandelo 33

249. Uthe uTâlût akuphuma nomkhosi, wathi, "Inene uAllâh Uza kunivavanya emlanjeni. Ke lowo uthe wasela apho akayi kuba kunye nam. Othe akawangcamla kwa-ukuwangcamla (amanzi), lowo ukunye nam, ngaphandle kwalowo uwasele ngokuwakhongozela ngesandla". Kodwa basela apho bonke ngaphandle kwabambalwa kubo. Ekuwuweleni kwakhe (umlambo lowo), yena nabo babekholwa kunye naye bathi, "Asinamandla namhlanje ngokuchasene noJâlût (uGoliyati) nemikhosi yakhe". Kodwa abo babesazi ngokuqinisekileyo okokuba baza kuhlangana noAllâh, bathi, "Kukangaphi na iqela elincinane lisoyisa umkhosi omkhulu onamandla ngemvume ka-Allâh?" UAllâh Ukunye nabo banomonde.

250. Bathi besakuya phambili ukuya kuqubisana noJâlût nomkhosi wakhe, bacela (kuAllâh), "O Nkosi yethu! Thulula (amandla) phezu kwethu okuba nomonde, Womeleze iinyawo zethu, Usenze sibe noloyiso phezu kwabangakholwayo.

251. Ke kaloku baboyisa (babancothula neengcambu) ngamandla ka-Allâh, waza uDâwûd[78] wambulala uJâlût, uAllâh

77 UHârûn (2:248) nguAroni, umntakoboMûsâ.

78 UDâwûd (2:251) nguDavide

Wanika uDâwûd ubukumkani nobulumko (ubuProfeti). Wamfundisa noko Wathanda ukumfundisa kona. Ukuba uAllâh Ebengenakululeka elinye iqela labantu ngelinye, inene ihlabathi beliya kuzala bubutshinga, kodwa uAllâh nguSobulali kwindalo yaKhe.

252. Ezi ziiVesi zika-Allâh, Sizicengceleza kuwe ngenyaniso, inene wena (Muhammad) ungomnye wabaThunywa.

Isiqendu 3

253. Abo baProfeti! Sakhetha abanye babo kunabanye, Kwabanye uAllâh Wathetha nabo (ngqo); abanye Wabanyusa baba kumabakala (entlonipheko); kanti u'Îsâ (uYesu) unyana kaMaryam (uMariya), Samnika imiqondiso nobungqina, Samxhasa ngoMoya oyiNgcwele. Ukuba uAllâh Wayethandile, izizukulwana ezalandela emva (koko) ngekuba azizanga zilwe zodwa, emva kokuba imiqondiso ecacileyo ka- Allâh yayisele ifikile kubo, kodwa baya baba neyantlukwano Abanye babo bakholwa abanye babo abakholwa. Ukuba uAllâh Wayethandile ngebengazanga balwe kodwa uAllâh Wenza oko Athande (ukukwenza).

Icandelo 34

254. Hini na nina bakholwayo! Nikelani (kumalizo) ngoko Siniphe kona, ingekafiki iMini apho kungasayi kubakho mboniswano, kungayi kubakho butshomi, kungayi kubakho kuthethelelana, (kuba inene) ngabangakholwayo abenzi bobubi.

255. UAllâh! Akukho thixo (wumbi) ngaphandle kwaKhe, Uphila ngonaphakade, UnguMondli noMlondolozi wako konke okukhoyo. Akukho kozela nakulala kuMfumanayo Yena. Konke okusemazulwini nasemhlabeni kokwaKhe. Ngubani na onokuMcenga kungengamvume yaKhe? Uyakwazi okuqhubekayo phambi [kwezidalwa zaKhe (kweli hlabathi)] nokuza kuqhubeka emva kwazo (kuBomi Obuzayo). Akukho nto abanokuyiqulatha elulwazi lwaKhe ngaphandle koko

Athande (ukuba bakwazi). IsiHlalo[79] SaKhe songamele amazulu nomhlaba, kwaye Akava kudinwa ekuwagcineni (amazulu nomhlaba) nasekuwalondolozeni, Yaye Uphakamile Yena, Mkhulu.

256. Akukho sinyanzelo enkolweni, Inene iNdlela ethe Tye, iyazicacela yahluke kwegwenxa. Ongakholwayo kwizithixo akholwe kuAllâh, lowo usibambile iSandla esithembekileyo, esingasokuze siqhawuke. Yaye uAllâh nguSokuva, uSolwazi.

257. UAllâh nguMkhuseli wabo bakholwayo. Ubakhupha ebumnyameni Abase ekukhanyeni, kodwa kwabo bangakholwayo, abakhuseli babo zizithixo (izinyanya), zibakhupha ekukhanyeni zibafake ebumnyameni. Abo baya kuba ngabahlali baseMlilweni, kwaye baya kuhlala apho ngonaphakade.

Icandelo 35

258. Awuzanga umbone na lowo waphikisana noIbrâhîm ngeNkosi yakhe (uAllâh) kuba uAllâh Wayemphe ubukumkani? Wathi (uIbrâhîm) esakuthi (kuye),

"INkosi yam (uAllâh) nguYe Onika ubomi, Anike nokufa". Wathi yena, "Ndim onika ubomi ndenze nokufa". UIbrâhîm wathi, "Inene! UAllâh Wenze ilanga laphuma empuma, khawulenze ke wena liphume entshona". Waba ngaloo ndlela uyoyisakala lowo ungakholwayo. UAllâh Akabakhokeli abagabadeli.

79 Isihlalo ngesiArabhu yiKursi, (2:255) ukanti nale Vesi ingentla apha yama-255 yesi sahluko kuthiwa ukubizwa kwayo yiVesi yeSihlalo oko kukuthi yiVesi yesihlalo sika-Allâh, (Ayatul kursi). IKursi ingaba siSitulo seenyawo okanye iSichopho. Abanye abantu baye ngempazamo bathi iKursi yi'Arshi (iTrone), (2:255) kanti iKursi (iSitulo) seenyawo imele kukwahlulwa kwi'Arsh (iTrone) kuba uMthunywa ka-Allâh wathi, iKursi xa ithelekiswa ne'Arsh ayinto yanto koko ifana nomsesane olahlwe esazulwini sentlango. Xa ngaba iKursi yongamele iphakade lonke kubekephi ke ngoku kwi'Arsh? Yena ke uMdali weKursi ne'Arsh Mkhulu ngokungenamlinganiselo.

259. Okanye njengalowo (wayehamba) wadlula ngakwenye idolophu, yabe iwile, ilele, amaphahla (ezakhiwo zayo) ephantsi. Wathi yena, "O bethu! Ingaba uAllâh Uza kuyivusa kanjani emveni kokuba idilike (yanje)"? Waza uAllâh Wenza yena ukuba afe iminyaka elikhulu, Waphinda Wamvusa (kwakhona). Wathi kuye, "Lingakanani na ithuba (ufile)"? Yaphendula (le ndoda), "Mhlawumbi ibe yimini (enye) okanye inxalenye yemini". Wathi Yena, "Nakanye, wena ube (ufile) iminyaka elikhulu, jonga ukutya kwakho nesiselo sakho azibonakalisi nguqu; ujonge ne-esile lakho! Ngoko ke Senze umqondiso ngawe ebantwini, jonga amathambo, okokuba Siwahlanganisa kanjani na Siwambese isikhumba." Kwathi oko kusakuba kubonakalisiwe ngokucacileyo kuye, wathi yena, "Ndiyazi (ngoku) okokuba uAllâh Uyakwazi ukwenza izinto zonke."

260. Yabonani uIbrâhîm wathi, "Nkosiyam khawundibonise indlela Ovusa ngayo abafileyo". Wathi (uAllâh), "Ingaba awukholwa na?" Wathi yena, "Ewe (ndiyakholwa) kodwa ndifuna ukuba ndomelele elukholweni". Wathi Yena, "Thabatha iintaka zibe ne, uzibizele kuwe (uze uzixhele, uzinqunqe zibe zizicwibi) wakugqiba ubeke izicwibi zazo kwiinduli zonke, wakugqiba uzibize, ziya kuza kuwe zingxamile, uya kwazi ke wena okokuba uAllâh nguSomandla, uSobulumko.

Icandelo 36

261. Umzekelo wabo banikela ngobutyebi babo kwiNdlela ka-Allâh, unjengokhozo lombona ekukhula kulo izikhwebu ezisixhenxe, isikhwebu ngasinye kuso sibe neenkozo ezilikhulu. UAllâh Upha, Andise ngokuphinda-phindaneyo kulowo Amthandileyo. Kwaye uAllâh Wanele (eYedwa) ukuba Abonelele izidalwa zaKhe ngeemfuno zazo, (Yena) nguSolwazi.

262. Abo banikela ngobutyebi babo eNdleleni ka-Allâh, bangalandelisi izipho zabo ngokumana bekhumbuza (abantu) ngobubele babo okanye (ngenjongo) yokulimaza, umvuzo wabo useNkosini yabo. Akuyi kubakho koyika kubo bengayi kuxhalaba.
263. Amazwi obulali nokuxolela iziphoso angcono kuneSada'ka (amalizo) elandeliswa ngezikhubekiso. UAllâh sisiTyebi (Akukho nto Ayisweleyo) kananjalo Yena Unobulali.
264. Hini na nina bakholwayo! Musani ukwenza amalizo enu abe yinto engento ngokuthi nikhumbuze abantu ngobubele benu okanye ngokukhubekisa, njengalowo unikela ngobutyebi bakhe kuba efuna ukubonwa ngabantu, engakholwa nokukholwa kuAllâh neMini yokuGqibela. Imfano yakhe injengelitye elimsulwa elinothulana oluncinane; kuze kufike imvula enkulu lishiyeke limpuluswa. Abakwazi kwenza nento le ngoko bakusebenzeleyo. UAllâh Akabakhokeli abantu abangakholwayo.
265. Ke kaloku umzekelo wabo banikela ngobutyebi babo befuna ukukholisa uAllâh babe nabo ezintliziyweni zabo beqinisekile okokuba uAllâh Uza kubavuza, unjengesitiya esisendulini, ekuthi kwakuna imvula enkulu kuso sivelise isivuno esiphindwe kabini. Zesithi xa singayifumenanga imvula enkulu, nencinane yanele kuso. UAllâh Ukubona (konke) oko nikwenzayo.
266. Ingaba ukhona na apha kuni onga angaba nesitiya esineedatilisi zesundu, nezidiliya ekumpompoza amanzi phantsi kwazo, nazo zonke iintlobo zeziqhamo ezizezakhe apho kuso, abe yena efunyenwe kukwaluphala lo gama abantwana bakhe bebuthathaka (bengakwazi kuzenzela nto), sisuke (esi sitiya sakhe) sifikelwe ngumoya wesitshingitshane, size sitshe? Wenza njalo ke uAllâh ukucacisa imiqondiso yaKhe kuni khon'ukuze niqiqe.

Icandelo 37

267. Hini na nina bakholwayo! Nikelani ngezinto ezilungileyo enizisebenzeleyo, noko Sinivelisele kona kuhluma emhlabeni, ningajongi ukunikela ngezo zingalunganga (zingekho mgangathweni) kuzo, eningekhe kwanina nizamkele ngaphandle kokuba nigqunywe amehlo, nifane ninyanzeleke (nizamkele). UAllâh Akadingi nto, ngowokudunyiswa.
268. UShaytân unigrogrisa ngobuhlwempu, aniyalele ukuba nenze izinto ezikukungcola lo gama uAllâh Enithembisa Ngoxolelo lwezono oluvela kuYe nobuBele, kananjalo uAllâh Ubanzi, nguSolwazi.
269. Unika ubulumko kulowo Athande ukumnika, ke lowo unikwe ubulumko, uphiwe eyona nto ilunge kakhulu, kodwa akukho namnye unomqaphela wako oko ngaphandle kwabantu abanengqiqo.
270. Nantoni na enithe nanikela ngayo kumalizo okanye nantoni na enithe nayifungela yenzeni, niqiniseke kananjalo okokuba uAllâh Uyazi yonke. Ke kaloku kubenzi bobubi akuyi kubakho mncedi.
271. Ukuba niyawaveza elubala amalizo enu, kolunga oko; kodwa ukuba niyawafihla niwanike amahlwempu kokona kulungileyo oko kuni. (UAllâh) Uya kunihlambulula kwezinye izono zenu. UAllâh Ukwazi konke oko nikwenzayo.
272. IsiKhokelo asikho phezu kwamagxa akho, koko nguAllâh Onika isiKhokelo kulowo Athande ukumnika. Nantoni na elungileyo enithi ninikele ngayo, niya kuba nenzela iziqu zenu xa ngaba phofu aninikeli ngayo nje ngaphandle kokukholisa uAllâh. Nantoni na enithe nanikela ngayo kokulungileyo, iya kuhlawulwa ngokugcweleyo kuni, kwaye akukho bubi niya kubenziwa nina.
273. (Amalizo) ngawamahlwempu abopheleleke eNdleni kaAllâh, ethintelekile ukuba angahamba-hamba elizweni.

Umntu ongenalwazi angacinga ukuba azizityebi ngenxa yokuzihlonipha kwawo. Uya kuwazi ngophawu lwawo, akaceli nto mntwini wona. Ke kaloku nantoni na enithe nanikela ngayo kokulungileyo, uAllâh Uyazi kakuhle.

Icandelo 38

274. Abo banikela ngobutyebi babo eNdleleni ka-Allâh ebusuku, nasemini, emfihlakalweni nasesidlangalaleni, baza kuwufumana umvuzo wabo eNkosini yabo. Kubo akuyi kubakho koyika bengayi kuxhalaba.
275. Abo batya i*ribâ*[80] abayi kuma (ngoMhla wokuGqibela) ngaphandle kokuma njengomntu obethwa nguShaytân emkhokelela ekuphambukeni, oko kungenxa yokuba bathi, "Ushishino luyafana ne*ribâ*," kodwa uAllâh Ukuvumele ukushishina Wakwalela ukwenziwa kwe*ribâ*. Lowo usamkelayo isiyalo seNkosi yakhe, ayeke ukutya i*ribâ*, akayi kohlwaywa ngoko akwenze kwilixa elingaphambili, umcimbi wakhe uya kubonwa nguAllâh; ke lowo ubuyela (kwi*ribâ*), abanjalo ngabahlali baseMlilweni baya kuhlala apho ngonaphakade.
276. UAllâh Uza kuyitshabalalisa i*ribâ* Aze Anike (iintsikelelo) ezandisiweyo ngamalizo. UAllâh Akabathandi abangakholwayo.
277. Inene abo bakholwayo, benze izenzo zobulungisa benze i*Salâh* banikele nge*Zakâh*, baya kuwufumana umvuzo wabo eNkosini yabo. Akuyi kubakho koyika kubo bengayi kuxhalaba.
278. Hini na nina bakholwayo: Moyikeni uAllâh nilahle konke okuyintsalela (okungekahlawulwa kuni) kuvela kwi*ribâ*

80 I*Ribâ*(2:275) yimali nzala, nokuba yintoni na oyiboleke umntu ize xa eyibuyisa loonto ayibuyise sele inochatha kunoko ebeyithathile, uchatha lowo yi*Ribâ*, i*Ribâ* ayivumelekanga ukuba siyithathe kanti akuvumelekanga nokuba siyinike umntu.

(ukususela ngoku ukuya phambili) ukuba ningamakholwa (ngokwenene).

279. Ukuba anikwenzi oko, lindelani ke ngoko imfazwe evela kuAllâh noMthunywa waKhe. Kodwa ukuba niyaguquka, niya kufumana intlawulo ngemilinganiselo emikhulu. Musani ukuziphatha ngokungenabulungisa (ngokuthi nihlawulise abantu ngaphezulu kunoko benibanike kona), nani ke aniyi kuphathwa ngokuyintswela bulungisa.

280. Ke kaloku onetyala kuwe, osemi kakubi (engekabi namali), mnike ixesha kude kube lula kuye ukuhlawula, kodwa ke ukuba niyayincama ngokwendlela yamalizo, kolunga kakhulu oko kuni ukuba benisazi.

281. Yoyikani iMini apho niya kubuyiselwa kuAllâh. Umntu uya kuhlawulelwa oko akusebenzeleyo, yaye abayi kuphathwa ngentswela bulungisa.

Icandelo 39

282. Hini na nina bakholwayo! Xa nisenza isivumelwano setyala lexesha elimisiweyo, kubhaleni phantsi oko. Umbhali makalibhale phantsi ngobulungisa phakathi kwenu. Umbhali makangali ukubhala njengoko uAllâh Emfundisile, ke ngoko makabhale. Umnini tyala oza kuhlawula makatsho omakubhalwe, naye makoyike uAllâh, iNkosi yakhe anganciphisi nto kwityala alibambayo. Kodwa ke ukuba umnini tyala lowo ungumntu ongqondo ithatha kade okanye obuthathaka, okanye akanakukwazi ukuzitsholo ngokwakhe omakubhalwe, lowo ungumgcini wakhe makatsho omakubhalwe ngobulungisa. Kananjalo fumanani amangqina amabini aphuma kumadoda akuni. Ukuba ke akakho amadoda amabini, mayibe yindoda enye nabafazi ababini, enithe navumelana ngabo ukuba babe ngamangqina khon'ukuze kuthi ukuba omnye (kwaba bafazi babini)

uyaphazama omnye amkhumbuze. Ke kaloku amangqina akufuneki ale xa ebizelwa ukuba aze (kungqina). Ningadinwa kukulibhala (ityala elo) enokuba lincinane na okanye likhulu, kwixesha elo lalo limisiweyo, oko bubulungisa ngakumbi kuAllâh; bubungqina obuluqilima. Kukwalunge ngamandla ukuthintela iintandabuzo phakathi kwenu, ngaphandle kokuba yintengiselwano yokuhlawulana ngoko nangoko eniyenza niyigqibe ngelo xesha phakathi kwenu. Akuyi kubakho sono ngokungayibhali phantsi. Kodwa ke thabathani amangqina qho xa nisenza isivumelwano sentengiselwano. Ke kaloku umbhali nengqina mabangalinyazwa, kodwa ukuba nithe nakwenza oko (kulimaza), loo nto iya kuba kukungcola (phezu kweentloko) zenu, ke kaloku Moyikeni uAllâh; yaye uAllâh Uyanifundisa. UAllâh nguMazi wezinto zonke.

283. Kananjalo xa niseluhambeni nize ningamfumani umbhali makuthathwe isibambiso; ke lowo ugcinisiweyo makakugcine oko (ngentembeko), oyike uAllâh, iNkosi yakhe. Kananjalo ningabufihli ubungqina kuba lowo, ubufihlayo, inene intliziyo yakhe izele sisono, kwaye uAllâh Uyakwazi konke oko nikwenzayo.

Icandelo 40

284. Okusemazulwini nokusemhlabeni kokuka-Allâh. Nokuba niyakuveza na oko kukuni okanye nikufihle, uAllâh Uza kunibuza ngako. Yena Uxolela lowo Athande (ukumxolela), Ohlwaye lowo Athande (ukumohlwaya). UAllâh Uyakwazi ukwenza izinto zonke.

285. UMthunywa ukholwa koko kutyhilwe kuye kuvela eNkosini yakhe, benza njalo nabakholwayo. Ngamnye kubo ukholwa kuAllâh, kwiiNgelosi zaKhe kwiiNcwadi zaKhe nakubaThunywa baKhe. (Bathi asenzi mahluko phakathi kwaba baProfeti, bathi kananjalo: "Siyeva, sithobele). (Sicela)

uxolelo lwezono kuWe, Nkosi yethu, kananjalo sikuWe isiphelo sethu (sonke)".

286. UAllâh Akamthwalisi umntu umthwalo ongaphezulu kunamandla akhe, (umntu) uya kufumana umvuzo woko akusebenzeleyo, uya kohlwaywa ngako oko (kungendawo) akwenzileyo. (Thandazani nithi), "O Nkosi yethu!Ungasohlwayi ngokulibala nangoko sikwenze ngempazamo. Nkosi yethu! Ungasithwalisi umthwalo onjengalowo Wawuthwalisa abangaphambili kunathi, Ungabeki mthwalo kuthi esingenamandla okumelana nawo. Usixolele, Ube nofefe kuthi. Wena UnguMkhuseli wethu. Sinike uloyiso phezu kwabangakholwayo."

ISahluko 3
ÂLI ʻIMRÂN (USAPHO LUKA'IMRÂN) 3

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Alif-Lâm-Mîm.
2. UAllâh! Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, Ophila ngonaphakade, OnguMondli wezinto zonke.
3. NguYe Owatyhila iNcwadi (i'Kur'ân) kuwe ngenyaniso, ingqina oko kwatyhilwa ngaphambili kunayo. Kananjalo Wathoba iTorah ne*Injîl* (iVangeli).
4. Kwilixa elingaphambili, ukuba zibe sisiKhokelo eluntwini. Kananjalo Wathoba inqobo (yokwahlula phakathi kokulungileyo nokugwenxa). Inene abo bangakholwayo kwimiqondiso ka-Allâh siya kuba sikhulu isohlwayo sabo. Yaye uAllâh nguSomandla, Othabatha impindezelo.
5. Inene akukho nto ifihlakeleyo kuAllâh, emhlabeni nasezulwini.
6. NguYe Onibumbayo ezibelekweni nibe yiloo nto Athanda ukuba nibe yiyo. Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, uSomandla, uSobulumko.
7. NguYe Othumele kuwe isiBhalo (i'Kur'ân). Apho kuso kukho iiVesi ezicace gca, zona zisisiseko sesiBhalo; kubekho nezinye ezintsonkothileyo. Kodwa abo bantliziyo zabo zineentandabuzo bafuna ezo zintsonkothileyo (kuba) bezama ukwenza iyantlukwano ngokufuna ukuzicacisa. Akukho bani uyaziyo ingcaciso yazo ngaphandle koAllâh nabo bamile nzulu elwazini, abathi, "Siyakholwa kuyo (i'Kur'ân) yaye sikholwa kuyo yonke (iiVesi zayo ezicacileyo nezintsonkothileyo) zivela eNkosini yethu". Yay akukh mnt unokufuman ululek ngaphandle kwabantu bengqiqo.

8. (Bathi), "Nkosi yethu! Ungazenzi iintliziyo zethu ziphambuke emva kokuba sele Usinikile isiKhokelo, Senzele inceba evela kuWe. Inene Wena UnguSobubele.
9. NguWe Nkosi yethu, Oza kuhlanganisela ndaweninye abantu bonke ngeMini leyo kungekho ntandabuzo ngayo. Inene uAllâh Azanga Wasaphula isithembiso saKhe."

Icandelo 2

10. Inene abo bangakholwayo, ubutyebi babo nabantwana babo abuyi kubanceda nto ngokuchasene noAllâh; kwaye ngabo abaza kuba sisivuthisi soMlilo.
11. Njengendlela yokuziphatha yabantu bakwaFir'awn nabo bangaphambili kubo, baziphika iiVesi zeThu, Waza uAllâh Wabatshabalalisa ngenxa yezono zabo, kwaye uAllâh Wohlwaya kabuhlungu.
12. Yith kwab bangakholwayo, "Nin niz koyiswa nidityaniswe ndaweninye, nisiwe esiHogweni, Hayi ukubambi kwaloo ndawo yokuhlala".
13. Sele niwufumene umqondiso nina (maYuda) kwimikhosi emibini eyaqubisana (edabini). Omnye wawusilwa eNdleleni ka-Allâh, omnye wawungowabangakholwayo. (Umkhosi wabakholwayo) wabona ngawawo amehlo umkhosi wabangakholwayo (Umkhulu) ngokuphindwe kabini kunowabo. UAllâh Uxhasa lowo Amthandileyo ngoloyiso lwaKhe. Inene apha kule nto kukho isifundo kwabo babonayo.
14. Okuhonjiswe kwakuhle emadodeni luthando lwezinto ezinqwenelekayo kuwo; abafazi, abantwana, igolide nesilivere eninzi, amahashe amahle anemitshiso. Iinkomo namasimi alinyisisiweyo, (konke) oku zizinto ezonwabisayo zeli hlabathi; kodwa Yena uAllâh Uneyona mbuyekezo intle (Ayigcine) kuYe.
15. Yithi, "Ndinixelele ezona zinto zilunge ngaphezulu kunezo? Okwamalungisa iya kuba yiMiyezo evela eNkosini yawo,

ekumpompoza imilambo phantsi kwayo, elo iya kuba likhaya labo lanaphakade, nabalingane abanyulu, uAllâh Uyazibona izicaka zaKhe".

16. Abo bathi, "Nkosi yethu! Siyakholwa thina ngenene, sixolele izono zethu, Usisindise esohlwayweni soMlilo".
17. (Bona) bangabo banomonde, banyanisekileyo, banentobeko nokuzinikela ngokunyanisekileyo ekunquleni uAllâh. Abo banikela nge*Zakâh* namalizo eNdleleni ka-Allâh, nabo bathandaza bacele itarhu kuAllâh kwiyure yokugqibela yobusuku.
18. UAllâh Uyangqina okokuba akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, kanti neengelosi, nabo banolwazi (banika ubungqina obukwanjalo); abamile ebulungiseni. Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, uSomandla, uSobulumko.
19. Inene inkolo (eyamkelekileyo) kuAllâh yi-Islam. Abo babenikwe isiBhalo (amaYuda namaKhristu) azanga babe neyantlukwano, ngaphandle kokumonelana, emva kokuba ulwazi lwalusele lufikile kubo. Nabani na ongakholwayo kwiiVesi zika-Allâh, inene uAllâh Uyakhawuleza ukufaka (umntu) embuzweni.
20. Ke ngoko ukuba bayakuphikisa yithi, "Mna ndizinikezele kuAllâh ndawonye nabo bandilandelayo". Kananjalo yithi kwabo babenikwe isiBhalo nakwabo bangafundanga, "Ingaba nina niyazinikezela na kuAllâh?" Ukuba benza njalo ke, baya kuba bakhokelelekile eNdleleni eLungileyo, kodwa ukuba bathe bakreqa, owakho umsebenzi kukuvakalisa uMyalezo, uAllâh Uyazibona izicaka (zaKhe).

Icandelo 3

21. Inene abo bangakholwayo kwimiqondiso ka-Allâh babulale nabaProfeti ngokungekho lungelweni, babulale nabo (bantu)

bayalela ukwenziwa kokulungileyo eluntwini, vakalisa isohlwayo esibuhlungu kubo.

22. Bona bangabo imisebenzi yabo iya kulahleka kweli hlabathi nakuBomi oBuzayo ukanti abayi kufumana bancedi.
23. Awubabonanga na abo babenikwe inxalenye yesiBhalo? Bamenyelwa kwiNcwadi ka-Allâh ukuphelisa impikiswano, lasuka iqela labo lagwilika langabachasi.
24. Oku kungenxa yokuba bathi, "UMlilo awuyi kusichika thina koko uya (kusichika) iintsukwana nje ezimbalwa." Ke kaloku okuyaa bakuqambayo ngenkolo yabo kubakhohlisile.
25. Kazi kuya kuba njani na kubo xa Sibahlanganisela ndawonye ngeMini leyo kungekho ntandabuzo ngayo. Kwaye umntu uza kuhlawulwa ngokuzeleyo ngoko akusebenzeleyo. Abazi kuphathwa ngentswela bulungisa.
26. Yithi, "O Allâh! Mnini bukumkani, Wena Unika ubukumkani kulowo Uthande ukuMnika, ukanti Uyabuhlutha ubukumkani kulowo Uthande ukubuhlutha kuye, Unika intlonipheko kulowo Uthande ukumnika, Uhlazise lowo Uthande ukumhlazisa. ESandleni saKho kukho okulungileyo. Inene Wena Uyakwazi ukwenza izinto zonke.
27. Wena Wenza ubusuku bungene kwimini, Wenze imini ingene kubusuku, Ubuyisa abaphilileyo Ubakhuphe kwabafileyo, Ubuyise abafileyo Ubakhuphe kwabaphilileyo. Wena Unika isondlo kulowo Uthande ukumnika ngaphandle komlinganiselo."
28. Abakholwayo mabangathabathi abangakholwayo (babenze) iitshomi endaweni yabakholwayo. Nabani na owenze loo nto akasokuze ancedwe nguAllâh nangantoni na, ngaphandle kokuba noyikisela ubungozi kubo, Ke Yena uAllâh Uyanilumkisa ngaYe. Kwaye ekugqibeleni kukuAllâh apho kuza kubuyelwa khona.
29. Yithi (Muhammad), "Enokuba ningakufihla okusezifubeni zenu okanye nikuveze, uAllâh Uyakwazi, kwaye Wazi

nokusemazulwini nokusemhlabeni. UAllâh Unamandla ngaphezulu kwezinto zonke."

30. NgeMini apho wonke umntu aya kujongana nako konke okulungileyo awakwenzayo, nako konke okungcolileyo awakwenzayo, uya kunqwenela ukuba akwaba bekunokubakho umgama omkhulu phakathi kwakhe nezenzo zakhe ezingcolileyo. UAllâh Uyanilumkisa ngaYe yaye uAllâh Unenceba kwizicaka (zaKhe).

Icandelo 4

31. Yithi (ebantwini), "Ukuba niyaMthanda uAllâh landelani mna, uAllâh Uya kunithanda, Anixolele izono zenu. UAllâh nguMxoleli uSozinceba.
32. Yithi, "Thobelani uAllâh noMthunywa". Kodwa ukuba bayatshikila, (bayifulathele inkolo) uAllâh Akabathandi abangakholwayo.
33. UAllâh Wakhetha uAdam, uNûh, nosapho lukaIbrâhim, nosapho luka'Imrân phezu kwendalo yonke.
34. Abanye baba ngumnombo wabanye, uAllâh nguSokuva, uSolwazi.
35. Khumbula okokuba wathi umka'Imrân, "O Nkosi yam! Ndenze isifungo kuWe sokuba okusesiswini sam ndiya kukunikela kuWe, ke ngoko kwamkele oku kum. Inene, Wena unguSokuva, uSolwazi."
36. Akumzala (uMaryam wakhe) wathi, "O Nkosi yam! Ndizele umntwana oyintombi, uAllâh Ukwazi ngcono Akuvezileyo kananjalo indoda ayifani nowasetyhini, ke ngoko ndimthiye igama lokuba nguMaryam (uMariya), kananjalo ndicela ukhuseleko ngaWe (Allâh), (ndilucelela) yena nenzala yakhe kuShaytân owaqalekiswayo."
37. Yamamkela ke iNkosi yakhe (uAllâh) ngolwamkelo olulungileyo. Wamenza ukuba akhule enesimilo esihle.

Wamgcina phantsi kohoyo lukaZakariyah. Wayethi qho (uZakariyah) xa engena kwigumbi lakhe lokuthandazela, (uMaryam) amfumane eziselwe ukutya. Athi, "Hini na Maryam, ukufumene phi na oku?" Athi yena, "Oku kuvela kuAllâh. Inene uAllâh Ubonelela ngesixhaso lowo Athande ukumbonelela ngaphandle komlinganiselo."

38. Ngelo xesha kanye ke uZakariya wathandaza eNkosini yakhe, "O Nkosi yam! Ndiphe inzala elungileyo evela kuWe. Inene Wena UnguMphulaphuli wezicelo".
39. Ke kaloku iingelosi zambiza, esamile, ethandaza kwindawo yokuthandazela. (Zathi kuye), "UAllâh Ukunika iindaba zovuyo zikaYahya (uYohane), oya kungqinela iLizwi lika-Allâh, abe ngohloniphekileyo, azigcine nyulu (ekwabelaneni ngesondo), uya kuba nguMprofeti, wakumalungisa".
40. Wathi, "O Nkosi yam! Ndingaba nomntwana njani na sele ndimdala kangaka, nomfazi wam eludlolo?" (UAllâh Wathi), "Yena uAllâh Uyakwenza Athande ukwenza".
41. Wathi (uZakariya), "O Nkosi yam! Ndenzele umqondiso" Wathi (uAllâh), "Umqondiso wakho kukuba wena akuyi kuthetha ebantwini iintsuku ezintathu ngaphandle kokuthetha ngezandla. (Ke ngoko wena hlala) ukhumbula iNkosi yakho kakhulu uYizukise ukujika kwelanga. Ngokuhlwa nasekuseni."

Icandelo 5

42. Kananjalo iingelosi zathi, "Wena Maryam! Inene, uAllâh Ukukhethile wena, Wakuhlambulula, Wanyula wena phakathi kwabo bonke abafazi.
43. Wena Maryam! Zinikele ngentobeko eNkosini yakho, uqubude kuYo, uzithobe kunye nabo bazithobayo."
44. Ezi zezinye zeendaba zoko kungabonwayo, eSizityhila kuwe. Wena (Muhammad) wawungekho kunye nabo, xa babesenza amaqashiso ngamasiba abo okubhala mayela nokuba mayibe

ngubani na (phakathi kwabo) oza kuba ngumgcini kaMaryam. Wawungekho kunye nabo xa babephikisana.

45. Kananjalo iingelosi zathi, "Wena Maryam! Inene, uAllâh Ukunika iindaba zovuyo zelizwi (elingu)nyana kaMaryam, ophuma kuYe (uAllâh), igama lakhe liya kuba nguMesiya, u'Îsa (uYesu), oya kuhlonipheka kweli hlabathi nakuBomi oBuzayo. Yaye uya kuba ngomnye wabo basondeleyo kuAllâh.

46. Uya kuthetha ebantwini eseyimveku[1] naxa sele eyindoda kwaye uya kuba ngomnye wabenzi bokulungileyo."

47. Wathi yena (uMaryam) "O Nkosi yam! Ndingaba nomntwana njani na kungekho ndoda indichukumisileyo?" Yathi (enye yazo), "Kuya kuba njalo kuba uAllâh Udala oko Athande ukukudala. Xa Emisela into Usuka Athi kuyo, 'Yibakho!' Ibekho.

48. Kananjalo Yena (uAllâh) Uza kumfundisa (u'Isâ) iNcwadi nobulumko, iTorah ne*Injîl* (iVangeli).

49. Amenze (u'Îsâ) uMthunywa kuBantwana bakwaSirayeli (aze athi kubo), 'Mna ndize kuni nomqondiso ovela eNkosini yenu, wokuba ndinixonxele ngodongwe umfuziselo wentaka, ndiphefumle kuwo, ize ibe yintaka ngamandla ka-Allâh; ndiphilise abazelwe beziimfama, nabaneqhenqa, ndize kananjalo ndivuse abafileyo ngamandla ka-Allâh, kwaye ndiya kunixelela eniza kukudla nenikugcinileyo komawenu. Inene, apha koku kukho umqondiso ukuba niyakholwa (ngenene).

50. Kananjalo ndizele ukuza kungqina oko (kwafika) ngaphambili kunam iTorah, nokwenza inxalenye yoko kwakungavumelekanga kuni kuvumeleke. Yaye ndiza (kuni) ndinobungqina obuvela eNkosini yenu, ngoko ke Moyikeni uAllâh nindithobele.

1 Enyanisweni isivakalisi esipheleleyo esicacisa oku (3:46) ngesiArabhu singolu hlobo: *"Wayukallimun-nâsa filMahdi."* (Uya kuthetha ebantwini ekwi-'Cradle.' *icradle* ligama lesiNgesi elithetha umandlalo wosana okanye ibhedi yosana ngesiArabhu yi*Mahdi.* (uya kuthetha ebantwini ekwi*mahdi*).

51. Inene! UAllâh yiNkosi yam EkwayiNkosi yenu, ke ngoko khonzani Yena (Yedwa). Le yiNdlela ethe Tye.'"
52. Ke kaloku u'Îsâ wathi esakukuqaphela ukungakholwa kwabo wathi (kubo), "Ngobani na abaza kuba ngabancedisi bam eNdleleni ka-Allâh?" Abafundi bakhe bathi, "Sithi abancedisi baka-Allâh; siyakholwa kuAllâh, siyangqina kananjalo okokuba singamaMuslim.
53. Nkosi yethu! Siyakholwa koko Ukutyhilileyo, kwaye silandela uMthunywa (u'Îsâ) ke ngoko sibhale ndawonye nabo bangqinayo (okokuba akukho thixo wumbi ngaphandle koAllâh)".
54. Baza abangakholwayo baqulunqa iyelenqe lokumbulala u'Îsâ, naYe uAllâh Waqulunqa. UAllâh yiNtshatsheli kubaqulunqi.

Icandelo 6

55. Kananjalo uAllâh Wathi, "Hini na 'Îsâ! Mna Ndiya kukwenza ufe[2], Ndikuhlambulule (kwizityholo) zabo bangakholwayo, Ndenze abo bakulandelayo babe ngentla kunabo bangakholwayo kude kube yiMini yoVuko. Nize nibuyele kuM, Mna Ndigwebe phakathi kwenu mayela noko naniphikisana ngako".
56. Ngokuphathelene nabo bangakholwayo, Ndiya kubohlwaya ngesohlwayo esibuhlungu kweli hlabathi nakuBomi oBuzayo yaye abayi kuba nabancedisi".
57. Ngokuphathelene nabo bakholwayo, benza imisebenzi elungileyo, uAllâh Uza kubahlawula umvuzo wabo ngokugcweleyo. Ukanti uAllâh Akabathandi abagabadeli.

2 Ndiya kukwenza ufe (3:55): Oku izazi zeIslam zithi kuthetha ukuba uAllah Uza kumnyusela kuye uYesu, akuthethi ukuba uYesu wafa, njengoko amaKhristu esitsho. Ukanti ke likhona nelinye iqela lamaMuslim obuAhmadiya elincinane elicinga ukuba uYesu wafa ukufa okuqhelekileyo. le mbono ayamakelekanga

58. Oku koko Sikucengceleza kuWe (Muhammad) kuziiVesi neSikhumbuzo sobulumko.
59. Inene, imfano ka'Îsâ phambi koAllâh inqwa nemfano ka-Adam. (UAllâh) Wamdala (uAdam) ngothuli, Wathi kuye, "Yibakho!" Wabakho.
60. (Le) yinyaniso evela eNkosini yakho, ke wena uze ungabi ngomnye wabo bathandabuzayo.
61. Nabani na ophikisana nawe ngokuphathelene no'Îsâ, emveni kokuba ulwazi lufikile kuwe yithi, "Yizani sibize oonyana bethu noonyana benu, abafazi bethu nabafazi benu, thina buqu nani buqu, sithandazeni, sicele (ngokunyanisekileyo) ukuba isiqalekiso sihle phezu kwabo baxokayo".
62. Inene! Le yingcaciso eyinyaniso (ngembali ka'Îsâ) yaye akukho thixo wumbi ngaphandle koAllâh. Inene uAllâh nguSomandla, uSobulumko.
63. Ukuba bayatshikila, (bafulathele), Inene uAllâh Wazi konke ngabo benza ubutshinga.

Icandelo 7

64. Yithi, "Hini na Bantu beNcwadi; khanizeni (sihlanganeni) ngelizwi elifanayo phakathi kwethu nani, lokuba singanquli mntu ngaphandle koAllâh (Yedwa), singayamanisi mahlulelane kuYe, kananjalo kungabikho namnye kuthi othabatha abanye abenze iiNkosi ngaphandle koAllâh." Ukuba bayatshikila (bafulathele), yithani kubo, "Ngqinani ke ukuba thina singamaMuslim".
65. Hini na bantu beNcwadi! Kungani na ukuba niphikisane ngoIbrâhîm kodwa iTorah ne*Injîl* zazingekatyhilwa de kwaba semveni kwakhe? Aninangqiqo na?
66. Inene nina (nifanele) ukuphikisana ngento eninolwazi ngayo. (Kodwa) kutheni na niphikisana ngento eningenalwazi ngayo nje? NguAllâh Owaziyo, nina anazi.

67. UIbrâhîm wayengengomYuda engenguye noMkhristu kodwa wayeliMuslim lokwenene UmHanîfa[3]. Yena wayengengomnquli wazithixo.
68. Inene phakathi koluntu abona bantu banebango ngoIbrâhîm ngabo bamlandelayo (uIbrâhîm), nalo Mprofeti (uMuhammad) nabo bakholwayo (amaMuslim) kananjalo uAllâh nguMlondolozi wamakholwa.
69. Iqela laBantu beNcwadi linqwenela ukuniwexula, kodwa abayi kulahlekisa namnye ngaphandle kokuzilahlekisa kwabona kwaye abaqondi.
70. "Hini na Bantu beNcwadi kutheni na ningakholwa kwiiVesi zika-Allâh kodwa kwanina ninobungqina (ngenyaniso) yazo.
71. Hini na Bantu beNcwadi! Kutheni na nigquma inyaniso ngobuxoki, niyifihle inyaniso niyazi?

Icandelo 8

72. Iqela laBantu beNcwadi lithi, "Kholwani ekuqalekeni kwemini koko kutyhilwe kumakholwa (amaMuslim), nikulahle ekupheleni kwayo khon'ukuze abuyele (ekungakholweni).
73. Kananjalo musani ukukholwa nakubani na ngaphandle kokuba ngolandela inkolo yenu." Yithi wena (Muhammad), "Inene! IsiKhokelo esilungileyo sisiKhokelo sika-Allâh." (Nina ninqwela ukuba kungabikho bantu) bangabanye abanokuthi banikwe isiTyhilelo esifana neso satyhilwa kuni, (ngenxa yokuba) hleze baphikisane nani phambi kweNkosi yenu. Yithi, "Zonke izibele ziseSandleni sika-Allâh, Yena Uzinika lowo Athande ukumnika. UAllâh Ubanzi nguSolwazi."
74. Ukhetha ukwenzela inceba yaKhe lowo Athand ukumkhetha kwaye uAllâh nguMnini buBele OMkhulu."
75. Phakathi kwaBantu beNcwadi kukho lowo, uthi ukuba ugciniswe inani elikhulu lobutyebi, alihlawule ngokukhawuleza

3 UmHanîfa (3:67) nguntu owalayo ukuqubuda kwenye into engengoAllâh.

kalula. Ukanti phakathi kwabo kukho lowo uthi, xa egciniswe ingqekembe enye yesilivere, angayihlawuli ngaphandle kokuba umana uquqa kuye, uyifuna, kuba bathi, "Akukho gxeke kuthi ngokungcatsha, sithabathe ingqwebo yabangafundanga". Kodwa bathetha ubuxoki ngoAllâh lo gama besazi.

76. Ewe lowo uzalisekisa isibhambathiso sakhe, oyike uAllâh kakhulu, inene uAllâh Uyabathanda abo bamoyikayo.

77. Inene abo bathenga inzuzo encinane ngexabiso loMnqophiso ka-Allâh nezifungo zabo, abayi kuba nasabelo kuBomi oBuzayo. Engayi kuthetha nokuthetha nabo uAllâh, Engayi kubajonga kwa-ukubajonga ngoMhla woVuko, Engayi kubahlambulula nokubahlambulula. Yaye baya kufumana isohlwayo esibuhlungu.

78. Inene phakathi kwabo, kukho iqela eliqamba iNcwadi ngamalwimi alo, ukuze ucinge ukuba wena (loo nto) bayithethayo bayifumana eNcwadini, baze bathi, "Oku kuvela kuAllâh," kodwa kube kungaveli kuAllâh, kananjalo bathetha ubuxoki ngoAllâh ngoku besazi.

79. Asinto inokwenziwa nanguwuphi na umntu onikwe iNcwadi nguAllâh nobulumko nobuProfeti ukuba athi ebantwini, "Yibani ngabanquli bam endaweni yokuba ngabaka-Allâh". Ukusuka apho angasuka athi, "Yibani ngabanquli bokwenene baka-Allâh kuba ningabafundisi beNcwadi nikwangabo nabafundi bayo."

80. Engekhe aniyalele ukuba nithabathe iingelosi nabaProfeti ukuba babe ziiNkosi [oothixo (benu)]. Anganiyalela ukuba ningakholwa emveni kokuba sele nizinikele entandweni ka-Allâh?

Icandelo 9

81. Yabonani! UAllâh Wathabatha uMnqophiso nabaProfeti, othi, "Thabathani nantoni na eNdininika yona, evela

esiBhalweni nasebulumkweni[4], emva koko kuza kufika kuni uMthunywa oya kungqinela oko kukuni, kufuneka nikholwe ke nina kuye, nimncedise". Wathi uAllâh, "Niyavuma na. Niya kuwuthabatha na uMnqophiso waM?" Bathi bona, "Siyavuma". Wathi Yena, "Ngqinani ke yaye Mna Ndiya kuba nani phakathi kwamangqina.

82. Ke kaloku abaya kukreqa emva kwako oku, baya kuba ngabenzi bobubi."

83. Ingaba bafuna (inkolo) eyiyenye ngaphandle kwenkolo ka-Allâh lo gama zizinikela kuYe zonke izidalwa emazulwini nasemhlabeni, zithanda, zingathandi. Yaye zonke ziza kubuyela kuYe.

84. Yithi, "Thina sikholwa kuAllâh nakoko kwatyhilwa kuthi nakoko kwatyhilwa kuIbrâhîm, kuIsmâ'îl, kuIs-hâ'k, kuYa'kûb nakwizizwe, nakoko kwatyhilwa kuMûsâ, ku'Îsâ nabaProfeti kuvela eNkosini yabo, Asenzi mahluko phakathi komnye nomnye kubo, kananjalo thina sizinikele kuYe. (uAllâh)."

85. Lowo uzifunele nkolo yimbi ngaphandle kweIslam, ayiyi kwamkelwa kuye, kananjalo kuBomi oBuzayo uya kuba ngomnye wabalahlekelwa.

86. Angabakhokela njani uAllâh abantu abalahla ukholo emva kokukholwa nasemva kokuba bebengqinile okokuba uMthunywa unyanisile nasemva kokuba imiqondiso ecacileyo ibifikile kubo? UAllâh Akabakhokeli abantu abanogabadelo (abakhonzi bezithixo nabenzi bobubi).

87. Bona ngabo imbuyekezo yabo ikukuba, phezu kwabo kuhlale isiqalekiso sika-Allâh, eseengelosi nesabantu bonke.

88. Baya kuhlala apho ngonaphakade (esiHogweni), isohlwayo sabo asiyi kwenziwa lula, singayi kurhoxiswa.

4 Ubulumko (3:81) lulwazi olunzulu ngezinto olunikwa abaProfeti. Ngamanye amazwi bubuProfeti.

89. Ngaphandle kwabo baguqukayo emva kokuba benze loo nto, benze izenzo ezilungileyo. Inene, uAllâh nguMxoleli, Onenceba.
90. Inene abo bangakholwayo emva kokukholwa kwabo baze baqhubeke nokungakholwa kwabo ayisokuze yamkeleke inguquko yabo yaye bona bangabo balahlekileyo.
91. Inene abo bangakholwayo, bade bafe bengekakholwa. Enokuba banganikela ngegolide ezalise ihlabathi ayiyi kwamkelwa kuye nawuphi na kubo enokuba bebenganikela ngayo njengentlawulo yokuzikhulula. Okwabo bona sisohlwayo esibuhlungu kwaye abayi kuba nabancedisi.

Icandelo 10

92. Nakanye! Ukuba ningazuza ubungcwele ningathanga ninikele kumalizo ngoko nikuthandayo. Kananjalo nantoni na (elungileyo) eninikela ngayo uAllâh Uyazi kakuhle.

Isiqendu 4

93. Konke ukutya kwakuvumelekile ngokoMthetho kuBantwana bakwaSirayeli, ngaphandle koko kwenziwa kwangavumeleki nguSirayeli buqu ingekatyhilwa iTorah. Yithi, "Yizani neTorah apha, niyicengceleze ukuba ninenyaniso.
94. Emva koko nabani na oya kuqamba ubuxoki ngoAllâh, abenza loo nto baya kuba ngabenzi bobubi ngenene."
95. Yithi, "UAllâh Uthethe inyaniso; landelani inkolo kaIbrâhîm, uMhanîfa, yena wayengenguye omnye wabakhonzi bezithixo.
96. Inene, iNdlu yokuqala yonqulo eyenzelwa uluntu yayiyiBhakkah (iMakkah), ezele ziintsikelelo, nesiKhokelo sendalo yonke.
97. Kuyo apho kukho imiqondiso ebonakalayo, (umzekelo), iMa'kâm Ibrâhîm[5], nabani na lowo ungena kuyo, ufumana ukhuseleko. Ke kaloku i*Hajji* kwindlu ka-Allâh luxanduva

5 *Ima'kâm Ibrâhîm* (3:97) Yindawo ephambi kweKa'bha, awema kuyo uMprofeti uIbrâhîm ngethuba wayesenza mthandazo kuAllâh eMakkah.

olulityala elibanjwa uAllâh luluntu, abo banako ukumelana neendleko zayo. Ke lowo ungakholwayo (kwi*Hajji*) ungongakholwayo kuAllâh, ukanti Yena uAllâh akukho nto Anokuyenzelwa yindalo (yaKhe).

98. Yithi, "Hini na Bantu beNcwadi! Kungani na ukuba ningazamkeli iiVesi zika-Allâh lo gama uAllâh EliNgqina loko nina nikwenzayo?"

99. Yithi, "Hini na Bantu beNcwadi nibanqandelani na abo bakholwayo, bangangeni eNdleleni ka-Allâh, nisuke nifune ukuyenza ijongeke goso-goso, lo gama ningamangqina (enyaniso) kwaye ayingaba Akakwazi uAllâh oko nina nikwenzayo."

100. Hini na nina bakholwayo! Ukuba ninokuthobela iqela labo babenikwe isiBhalo, inene banganenza nibe ngabangakholwayo emva kokuba nikholiwe.

101. Ningathini ukungakholwa lo gama kucengcelezwa iiVesi zika-Allâh kuni, naphakathi kwenu kukho uMthunywa? Nabani na othe wabambelela (nkqi) kuAllâh, lowo ukhokelelekile eNdleleni ethe Tye.

102. Hini na nina bakholwayo! Yoyikani uAllâh njengoko Efanelwe kukoyikwa, ningafi ningengawo amaMuslim.

103. Bambelelani nkqi, nonke, entanjeni ka-Allâh, ningabi zontlaba zahlukane phakathi kwenu, nikhumbule kananjalo uBabalo luka-Allâh Awanenzela lona, kuba naniziintshaba omnye komnye kodwa Yena Wazimanya iintliziyo zenu (zaba ntonye) khon'ukuze ngobabalo lwaKhe, nibe ngabazalwana, kananjalo nina nanisele nisemngciphekweni wokungena edikeni loMlilo Waza Wanisindisa Yena kuwo. Wenza njalo ke uAllâh ukwenza iiVesi zaKhe zicace kuni, khon'ukuze nikhokeleleke.

104. Ke kaloku kuni makuphume iqela labantu elimemela (abantu) kokulungileyo, liyalele ukwenziwa kokulungileyo, lalele ukwenziwa kokungalunganga; ngabo ke abaya kuphumelela.

105. Ningabi njengabo baba ziintlaba zahlukane, baphikisana emva kokuba imiqondiso ecacileyo (yayisele) ifikile kubo. Ke kaloku ngabo kanye abaza kufumana intuthumbo ebuhlungu.
106. NgeMini apho ubuso babanye buya kuba mhlophe buze ubuso babanye bube mnyama, ke kaloku abo ubuso babo buya kuba mnyama (kuya kuthiwa kubo), "Nina nalahla ukholo emveni kokulwamkela? Ke ngoko ngcamlani intuthumbo, yokulahla kwenu ukholo!"
107. Ke kaloku abo ubuso babo buya kuba mhlophe, baya kuba seNcebeni ka-Allâh (ePaladesi), bahlale apho ngonaphakade.
108. Ezi ziiVesi zika-Allâh: eSizicengceleza kuwe ngenyaniso, kananjalo uAllâh Akafuni kwenza lugabadelo endalweni.
109. Zezika-Allâh zonke izinto ezisemazulwini nasemhlabeni kananjalo zonke izinto zibuyela kuYe.

Icandelo 12

110. Nina ningabona bantu balungileyo baveliselwe uluntu, niyalela (ukwenziwa) kokulungileyo, nalele (ukwenziwa) kokungalunganga yaye nikholwa kuAllâh. Ukanti ukuba aBantu beNcwadi babekholiwe kwakuya kulunga oko kubo; phakhathi kwabo kukho abo banokholo, kodwa uninzi lwabo ngabenzi bobubi.
111. Akukho ngozi banokuyenza kuni, (bagxwala nje emswaneni), ukuba bathe balwa nani baza kuphinda kwabona banibonise imiqolo yabo (babaleke) kwaye abayi kuncedwa.
112. Ihlazo lithiwe wambu phezu kwabo naphi na apho bakhoyo, ngaphandle kwamaxa bephantsi komnqophiso wokhuseleko luka-Allâh, nolwabantu; bona bazibizele ingqumbo ka-Allâh nentshabalalo ibekwe phezu kwabo. Oku kungenxa yokuba baya bangakholwa kwiiVesi zika-Allâh, babulala nabaProfeti ngokungekho lungelweni. Oku kungenxa yokuba basuka bangaMthobeli uAllâh, bagabadela, batsiba imida.

113. Abanjalo bonke; iqela elithile kuBantu beNcwadi limele okulungileyo, bayazicengceleza iiVesi zika-Allâh phakathi kwiiyure zobusuku, baqubude bathandaze.
114. Bayakholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela; Bayalela ukwenziwa kokulungileyo, balele ukwenziwa kokungalunganga baze bangxame ukwenza okulungileyo ke bona bangabanye babenzi bokulungileyo.
115. Ke kaloku nantoni na elungileyo abayenzayo akukho nto ingayi kwamkelwa kubo; kuba uAllâh Ubazi kakuhle abo bamoyikayo (Yena).
116. Inene abo bangakholwayo, ubutyebi babo nenzala yabo ayiyi kubanceda (nganto) kuAllâh. Bona ngabahlali baseMlilweni, apho kulapho baya kuhlala khona ngonaphakade.
117. Imfano yoko bakuchitha (kumalizo kweli hlabathi inje ngomoya obanda ceke; obetha isivuno sabantu abenza ubugwenxa kwiziqu zabo usitshabalalise, uAllâh Azanga Enze bugwenxa kubo, koko ngabo abazenza ubugwenxa (ngokwabo).
118. O nina bakholwayo! Musani ukuthabatha abo bangaphandle kwenkolo yenu ukuba babe ngabacebisi benu, njengoko bengasokuze basilele ukwenza konke okusemandleni abo ukunonakalisa. Bona banqwenela ukunonzakalisa ngamandla. Inzondo (yabo) sele izibonakalisile ngemilomo yabo. Ukanti okufihlakele ezifubeni zabo kungcole ngakumbi. Inene Thina Sizicacisile iiVesi kuni ukuba ningabaqondayo.
119. Eneneni! Nini abathanda bona kodwa bona abanithandi, Ukanti nina nikholwa kuso sonke isiBhalo. Bona xa bedibana nani bathi, "Siyakholwa". Kodwa xa behlangene bodwa, banimuncela iintupha zabo, bezele ngumsindo. Yithi, "Tshabalalani kuloo misindo yenu." Inene uAllâh Uyakwazi oko kusezifubeni.
120. Xa nifumene okulungileyo, iba buhlungu loo nto kubo, ze kuthi nakuhlelwa kokubi kubavuyise oko. Kodwa ukuba

ninokuba nomonde nihlale nimoyika uAllâh akukho nento le abanokunenza yona ngamayelenqe abo. Inene uAllâh Ukurhangqele konke oko bakwenzayo.

Icandelo 13

121. Ukhumbule kananjalo wena (Muhammad) okokuba washiya umzi wakho ukuya kukhaphela amakholwa kwizikhululo zedabi[6] UAllâh Waba nguSokuva uSolwazi.
122. Kwathi xa amaqela amabini phakathi kwenu ayesele etyhafa, uAllâh Waba nguMkhuseli, kananjalo amakholwa makabeke ithemba lawo kuAllâh.
123. UAllâh sele Enenze nanoloyiso eBadr[7], ngethuba nina naningumkhosana omncinane ongenamandla. Ke ngoko Moyikeni uAllâh kakhulu ukuze nibe nombulelo.
124. (Khumbula) wena (Muhammad) wathi kumakholwa, "Ingaba akwanelanga na ukuba iNkosi yenu (uAllâh) Inincedise ngeengelosi ezingamawaka amathathu, Izithobe (zize kuni") na?
125. "Ewe, ukuba nibambelela ekunyamezeleni nasebungcweleni utshaba luza kuza kuni lumbonzelekile; iNkosiyenu Inincedise ngeengelos ezingamawak amahlanu, zineempawu (zentshabalaliso)."
126. UAllâh Akakwenzanga ukuba kube yinto yimbi oku ngaphandle kokuba kube ziindaba zovuyo nesomelezo ezintliziyweni zenu, kananjalo alukho olunye uloyiso ngaphandle koluvela kuAllâh, uSomandla, uSobulumko.

6 Apha (3:121) kuthethwa ngedabi laseUhud, apho uMthunywa ka-Allâh, sallallahu alayhi wasallam, waphuma ngokwakhe buqu ekhokele umkhosi weIslam ukuya edabini elalwelwa ngakwintaba yeUhud ekumgama ozikhilomitha eziliqela ukusuka eMadinah.

7 Ibadr (3:123) yintaba ephakathi kweMakkah neMadinah ekwalwelwa kuyo idabi lokuqala elaliphakathi. kwamakholwa nabachasikholo baseMakkah.

127. (UAllâh) Usenganqamla inxalenye yabo bangakholwayo, kungenjalo Ababeke ehlazweni, ukuze baphinde emva bedanile.
128. Isigqibo ayisosakho koko sesika-Allâh; enokuba (u-Allâh) Ubuya ngenceba na kubo, okanye Abohlwaye; bona ngenene bangabenzi bobubi.
129. Konke okusemazulwini nasemhlabeni kokuka-Allâh. Uxolela lowo Athande ukumxolela, Ohlwaye lowo Athande ukumohlwaya, kwaye uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

Icandelo 14

130. Hini na nina bakholwayo! Musani ukutya i*Ribâ*[8] ephindwe kabini nakaninzi, koko yoyikani uAllâh khon'ukuze nibe nempumelelo.
131. Kananjalo yoyikani uMlilo, olungiselelwe abangakholwayo.
132. Ke kaloku thobelani uAllâh noMthunywa (waKhe uMuhammad) ukuze nizuze ukwenzelwa inceba.
133. Khawulezisani ukucela uxolelo lwezono eNkosini yenu (nicele) nePaladesi ebubanzi bayo bungangamazulu nomhlaba, ilungiselelwe abamoyikayo uAllâh.
134. Abo banikela [ngamalizo (eNdleleni ka-Allâh)], benendyebo naxa bephantsi kwembandezelo. Abacinezela imisindo (yabo), baxolele abantu; inene, uAllâh Uyabathanda abenzi bobulungisa.
135. Nabo bathi xa benze ububi okanye bezenze ubugwenxa ngokwenza ukungcola, bakhumbule uAllâh, bacele itarhu ngezono zabo; yaye akukho wumbi onokuxolela izono ngaphandle koAllâh bangaqhubeki nokwenza (obo bubi) babenzileyo, besazi.

8 I*Ribâ* (3:130) yimali nzala ebizwa ngokuba yi'interest' ngesiNgesi, kanti nantoni na enguchatha ehlawuliswa umntu kunaleyo ebeyithathile ayivumelekanga. Ingaba yimali okanye ibe yiyo nantoni na.

136. Umvuzo wabanjalo luxolelo lwezono oluvela eNkosini yabo, neMiyezo ekumpompoza imilambo phantsi kwayo, baze bahlale apho ngonaphakade. Onjani wona ukuba mhle umvuzo kubenzi (bokulungileyo).
137. Iimeko[9] ezinjengezi zenu, zahlela izizwe ezingaphambili kunani, ke ngoko hamba-hambani umhlaba wonke, nibone ukuba saba yintoni na isiphelo sabo baphikayo.
138. Le 'Kur`ân yinkcazo ecacileyo kubantu, isisiKhokelo nemfundiso kwabo bamoyikayo uAllâh.
139. Musani ukuba yeke-yeke ke ngoko (ngokuchasene neentshaba zenu), ninganxunguphali yaye niza kuba ngentla (kwazo) ukuba ningamakholwa ngokwenene.
140. Ukuba inxeba linichukumisile nina, qinisekani okokuba inxeba elikwanjalo libachukumisile nabo (enilwa nabo). Kananjalo ezi ziintsuku (ezingafaniyo ngempumelelo) eSizinika abantu ngokubolekisana kwazo, khon'ukuze uAllâh avavanye abo bakholwayo, ukuze kananjalo uAllâh Amkele abafelukholo phakathi kwenu. UAllâh Akabathandi abagabadeli.
141. Kananjalo uAllâh Uvavanya amakholwa, Atshabalalise abangakholwayo.
142. Nicinga ukuba niza kungena ePaladesi ningakhanga nilufumane ucikido luka-Allâh na? Abo benu balwayo nabo benu banonyamezelo?
143. Inene nina benikunqwenela ukufa (nifele ukholo) ningekadibani nako. Ngoku nikubone ngamehlo enu.

9 Ezi (3:137) ziimeko ezimaxongo ezazimana ukuhlela abalandeli boMthunywa ka-Allâh, ngoko ke amaMuslim achazelwa oku ukuze omelele, angacingi ukuba okuwahleleyo kuyaqala ukuhla koko makayazi into yokuba nabangaphambili babekhe bahlelwa yinto enjalo.

Icandelo 15

144. UMuhammad akanto yimbi ngaphandle kokuba nguMthunywa, kananjalo (baninzi) abaThunywa abamandulelayo bafa phambi kwakhe. Ukuba yena uye wabulawa ingaba niza kukreqa? Lowo ubuya umva, akukho nobungakanani na ububi anokubenza kuAllâh; uAllâh Uza kunika umvuzo abo banombulelo.
145 Akukho mntu unokufa kungathandanga uAllâh nexesha lakhe lingafikanga. Ke lowo unqwenela ukuvuzwa kweli hlabathi, Siya kumnika; nalowo ufuna umvuzo kuBomi oBuzayo, Siya kumnika. Siya kubavuza abanombulelo.
146. Kananjalo baninzi abaProfeti abalwayo, ecaleni koMprofeti (ngamnye) kwakuba lihlokondiba lamadoda anobungcwele. Kodwa azanga azenze ethe-ethe ngokungxwelerheka akufumanayo eNdleleni ka-Allâh, egazanga azithobe isidima sawo, kwaye uAllâh Uyabathanda abanonyamezelo.
147. Kananjalo ayikho enye into ababeyithetha ngaphandle kokuthi, "O Nkosi yethu! Sixolele izono zethu neziphoso zethu, yomeleza iinyawo zethu (enkolweni), Usinike uloyiso phezu kwabo bangakholwayo."
148. Ke ngoko uAllâh Wabanika umvuzo weli hlabathi, nowona mvuzo mhle woBomi oBuzayo. UAllâh Uyabathanda abenzi bokulungileyo.

Icandelo 16

149. Hini na nina bakholwayo! Ukuba ninokuthobela abo bangakholwayo, banganibuyisela umva, kwaye niya kukreqa (elukholweni) nibe ngabalahlekelwa.
150. Nakanye, uAllâh nguMlondolozi wenu yaye UngoYena Mncedi Ulungileyo.

151. Siya kufaka uloyiko ezintliziyweni zabo bangakholwayo, kuba bona bayamanisa abanye (oothixo) kunqulo luka-Allâh, Angazanga Wabanika gunya ngabo; ikhaya labo liya kuba nguMlilo, hayi ububi bekhaya labenzi bobubi!
152. UAllâh ngenene Wasizalisekisa isithembiso saKhe kuni xa nina nanibabulala ngemvume yaKhe; nasuka nina naphelelwa kukuzithemba, nawa kwimpikiswano ngomyalelo, anathobela, Esakuba Enibonise ixhayelo enilithanda kunene. Phakathi kwenu kukho abo banqwenela (izinto) zeli hlabathi kubekho abo banqwenela uBomi oBuzayo. Ke yena Wanenza nabaleka nemka kubo, ukuze Anicikide. Kodwa inene Wanixolela Yena, kwaye uAllâh Unofefe kwabo bakholwayo.
153. Yabonani nina nabaleka ninganyeki nokunyeka, waba uMthunywa engemva kwenu, enikhwaza ukuba nibuye. Apho uAllâh Waninika unxunguphalo emva konxunguphalo ngendlela yembuyekezo, Enifundisa ukuba ningabi buhlungu ngoko kuniphosileyo, nangoko kunihleleyo. UAllâh Ukwazi konke oko nikwenzayo.
154. Emva konxunguphalo Wanithumelela ukhuseleko. Ubuthongo bongamela abanye benu, lo gama abanye benu babecinga ngeziqu zabo befuna ukuzisindisa, (bengakhathali ngemeko yoMprofeti neyabanye abantu) becinga gwenxa nangoAllâh iingcinga zokungazi. Besithi, "Sinanxaxheba ni na thina kulo mcimbi?" Yithi ke wena (Muhammad), "Inene umcimbi wonke ngoka-Allâh." Bakufihla phakathi kwabo oko bangafuniyo ukuba kwaziwe nguwe, besithi, "Ukuba besinento yokwenza nalo mcimbi ngekungekho namnye kuthi obuleweyo apha". Yithi, "Nokuba beniye nahlala emizini yenu, abo ukufa kumiselweyo kubo bebeza kuphuma baye endaweni enokufa kwabo kodwa uAllâh Unako ukuku vavanya oko kusezifubeni zenu, Ahlambulule noko kusezintliziyweni zenu. UAllâh nguMazi woko kusezifubeni."

155. Abo benu baye barhoxa ngemini apho imikhosi emibini yayihlangene, nguShaytân owabenza ukuba babuye umva ngenxa yezono ezithile abazenzayo, kodwa uAllâh Wabaxolela, inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

Icandelo 17

156. Hini na nina bakholwayo! Musani ukuba njengabangakholwayo, abathi kubazalwana babo xa beseluhambeni, (becanda amathafa) okanye besiya kulwa, "Ukuba bebethe bahlala nathi, ngebengafanga okanye babulawe," ukuze uAllâh Enze oko kube ngunobangela wokuzisola ezintliziyweni zabo. NguAllâh Onika ubomi, Adale ukufa, kananjalo uAllâh Ukubona konke oko nikwenzayo.
157. Ke kaloku ukuba niye nabulawa okanye nafa eNdleleni ka-Allâh, uxolelo lwezono nenceba oluvela kuAllâh lulungile kunako konke oko bakuqokelelayo (kububutyebi behlabathi).
158. Nokuba niye nafa okanye nabulawa, Inene, niza kuhlanganiselwa ndawonye nonke kuAllâh.
159. Ke kaloku ngeNceba ka-Allâh, wabonisana nabo wena ngenyameko, ukanti ukuba wawuye waba gadalala, waba nentliziyo engqwabalala ngebakreqa bemka kuwe; ke yiba ngathi awuziboni iziphoso zabo, ubacelele itarhu, ubonisane nabo ngemicimbi. Yaye xa uthabatha isigqibo (ngento), beka ithemba lakho kuAllâh, inene, uAllâh Uyabathanda ababeka ithemba labo (kuYe).
160. Ukuba nincediswa nguAllâh, akukho bani unokunoyisa; ukanti ukuba Anganishiya Yena, ngubani ongomnye onganinceda? Ke kaloku amakholwa makabeke ithemba lawo kuAllâh.
161. Akulolungelo lakhe nawuphi na uMprofeti ukuba athabathe inxalenye yexhayelo ngokungemthetho, nabani na okhohlisa oogxa bakhe ngokunxulumene nexhayelo, ngoMhla

wokuGqibela uza kukubuyisa (konke) oko wakuthathayo. Ke kaloku umntu ngamnye uza kuhlawulwa ngokugcweleyo ngoko akusebenzeleyo, kwaye abazi kwenzelwa ntswela bulungisa.

162. Ingaba lowo ulandela intando ka-Allâh uyafana na nalowo uzibizela ingqumbo ka-Allâh? Ikhaya lalowo lisesiHogweni, hayi ububi besiphelo solo hambo.

163. Bona bangokwamanqanaba (ahlukeneyo) kuAllâh kananjalo uAllâh Ukubona konke oko bakwenzayo.

164. Inene uAllâh Wenzela amakholwa ubuBele (obukhulu) ngokuwathumelela uMprofeti ophuma phakathi kwabo, Ebacengcelezela iiVesi ezivela kuYe (i'Kur`ân) ebahlambulula, ebafundisa ngeNcwadi (i'Kur`ân) nangobulumko. Lo gama mandulo babesekulahlekeni okucacileyo.

165. Kutheni nina xa nihlelwe lishwangusha elinye nangona nizibethe (iintshaba zenu) ngokuphindwe kanye nakabini kunokuba zenzile zona, nisuka nithi nina, "Kuvela phi na (ngoku) oku kuthi?" Yithi (wena), "Kuvela kuni buqu." Inene uAllâh Unamandla ngaphezu kweento zonke.

166. Ubuhlungu enabuvayo ngemini imikhosi emibini yayiqubisene kwakungemvume ka-Allâh, Esenzela ukuvavanya amakholwa (okwenene).

167. Nokuba Enze kucace abangabanahanisi. Kwathiwa kubo, "Yizani kulwa eNdleleni ka-Allâh okanye nize kuzikhusela". Bathi bona, "Ukuba besazile okokuba kuza kuliwa, ngesikulandele ngenene." Ngayo loo mini babekufuphi nokungakholwa kunokukholwa, bethetha ngemilomo yabo okungekho zintliziyweni zabo, kwaye uAllâh Unolwazi olupheleleyo ngoko bakufihlayo.

168. (Bona) bangabo bathi ngabantakwabo ababuleweyo, lo gama bona babehleli emakhayeni abo, "Akwaba bebesiphulaphulile ngebengabulawanga" Yithi, "Nina nqandani ukufa kungezi kwezenu iziqu kaloku ukuba ninenyaniso".

169. Musani ukucinga ngabo babulewe eNdleleni ka-Allâh njengabafileyo. Nakanye, bona bayaphila, kunye neNkosi yabo, yaye bayazifumana iimbonelelo zabo.
170. Bona bayavuyiswa koko uAllâh Abapha kona kuvela kwiziBele zaKhe baze bavuyele abo bangekahlanganiswa nabo, ababashiye ngemva (bengekafeli lukholo) kuba kubo akuyi kubakho koyika, kungayi kubakho kuxhalaba.
171. Bona bafumana iindaba ezivuyisayo zobabalo oluvela kuAllâh nobuBele, kwanokuba uAllâh Akayi kuwusingela phantsi umvuzo wamakholwa.

Icandelo 18

172. Abo basabela ubizo luka-Allâh neloMthunywa (waKhe uMuhammad) emveni kokuba bengxwelerhekile, kuba abo ngabo benza izenzo ezilungileyo besoyika uAllâh, uya kuba mkhulu umvuzo wabo.
173. Abo kwathiwa kubo ngabantu, "Inene abantu (abangakholwayo) bahlangene ngani, ke ngoko boyikeni." Kodwa (kwaba kungona oko) kubongezelela ukholo, bathi, "UAllâh nguMkhuseli Owaneleyo kuthi."
174. Ke ngoko babuya ngoBabalo luka-Allâh nobuBele baKhe. Akukho bubi babachukumisayo, ngokuba bona balandela intando ka-Allâh. UAllâh nguMnini buBele, oMkhulu.
175. NguShaytân onoyikisa ngabahlobo bakhe. Musani ukuboyika ke ngoko; koko yoyikani Mna, ukuba ningamakholwa.
176. Ke kaloku ungazidubi umphefumlo wakho ngabo bangxamela ukungakholwa. Inene akukho nobungakanani na ububi abanokubenza kuAllâh Ozimisele ukungabaniki sabelo kuBomi oBuzayo. Kananjalo siya kuba buhlungu kakhulu isohlwayo sabo.

177. Inene, abo bathenga ukungakholwa ngexabiso lokholo, akukho nobungakanani na ububi abanokubenza kuAllâh okwabo iya kuba sisohlwayo esibuhlungu.
178. Abangakholwayo mabangacingi ukuba ukurhoxiswa kwesohlwayo kuyinto elungileyo kubo. Siyasirhoxisa isohlwayo kuphela khon'ukuze baye benyukela ekwenzeni izono, kananjalo siya kuba sikhulu isohlwayo sabo.
179. UAllâh Akanakuze Awayeke amakholwa kule meko nikuyo ngoku, de Abahlule abo bazizingcoli kwabanyulu. Engekhe uAllâh Atyhile kuni iimfihlelo zokungabonwayo kodwa uAllâh ukhetha kubaThunywa baKhe lowo Athande ukumkhetha. Ke ngoko kholwani kuAllâh nakubaThunywa baKhe. Kananjalo ukuba niyakholwa niMoyike uAllâh; niya kuba nomvuzo omkhulu.
180. Abo bankonya (ngokunyoluka) oko uAllâh Abaphe kona kuvela kwiziBele zaKhe mabangacingi okokuba (obo) bugogotya (babo buyinto) elungileyo. Nakanye, buya kuba bubi gqitha kubo. Iintamo zabo ziya kugangxiswa izinto ababezibambile, ngoMhla woVuko. Kananjalo ilifa lamazulu nomhlaba lelika-Allâh; kwaye uAllâh Ukwazi (kakuhle) (konke) oko nikwenzayo.

Icandelo 19

181. Inene uAllâh Uyivile intetho yaloo (maYuda) athi, "UAllâh lihlwempu, ukanti thina sizizityebi!" Siya kukubhala phantsi oko bakutshoyo ndawonye nokubulala kwabo abaProfeti ngokungemthetho, Siya kuthi, "Ngcamlani ke intuthumbo (yoMlilo) odwanguzayo."
182. Oku kungenxa yoko kungcola kwenziwa zizandla zenu kwangaphambili. Inene uAllâh Azanga (Wenza) lugabadelo kwizicaka zaKhe.

183. Loo (maYuda) athi, "Inene uAllâh Usamkele isithembiso sethu sokuba singakholwa nakuwuphi na uMthumnywa ngaphandle kokuba azise idini eliza kuthi lidliwe ngumlilo ovela ezulwin i, (lizivuthele, litshe ngokwalo lingaphenjelwanga ngumntu)". Yithi, "Inene, bafika abaThunywa kuni phambi kwam, benemiqondiso ecacileyo, Nditsho nalo nithetha ngawo; kwathini ke ukuze nibabulale bona ukuba nithetha inyaniso?"
184. Ukuba baye abakwamkela ke wena (Muhammad); baba njalo nakubaProfeti abangaphambili kunawe, ababefike nobungqina, nesiBhalo neNcwadi yokhanyiselo.
185. Umphefumlo ngamnye uza kukungcamla ukufa, kuya kuba ngoMhla woVuko kuphela apho niza kuhlawulwa umvuzo wenu ngokugcweleyo. Nabani na lowo uya kusindiswa eMlilweni angeniswe ePaladesi, lowo ngokwenene uya kuba usempumelelweni. Ubomi beli hlabathi lulonwabo lwenkohliso.
186. Niya kucikidwa ngokwenene, nivavanywe ngobutyebi benu nezinto zenu neziqu zenu, kananjalo niya kuva okuninzi okuya kunivisa ubuhlungu (emiphefumlweni), kuvela kwabo bafumana isiBhalo ngaphambili kunani, nakwabo bayamanisa amahlulelane kuAllâh; kodwa ukuba ninyamezele ngomonde naba ngabamoyikayo uAllâh, inene oko kuya kuba yinqobo yokugweba yonke imicimbi.
187. Yabonani! UAllâh Wathabatha uMnqophiso kwabo babenikwe isiBhalo ukuba bawenze waziwe, ucace eluntwini hayi ukuba ufihlwe, kodwa basuka bawulahla emva kwabo, bathenga iinzuzwana ezingephi ngawo; inene kubi ngakumbi abakuthengayo.
188. Ke kaloku musani ukucinga ukuba abo bavuyayo ngoko bakwenzileyo, bathande ukunconywa ngoko kungenziwanga ngabo, musani ukucinga ukuba basindile esohlwayweni, kwaye siya kuba sikhulu isohlwayo sabo.

189. Ulongamelo lwamazulu nomhlaba loluka-Allâh, uAllâh Unamandla ngaphezulu kweento zonke.

Icandelo 20

190. Inene ekudalweni kwamazulu nomhlaba nasekubolekisaneni kwemini nobusuku, kwezo (zinto) kukho imiqondiso kwabo banengqiqo.
191. Abo bakhumbula uAllâh, bemi ngeenyawo, behleli phantsi okanye bengqengqe ngamacala, baze bacamngce nzulu ngendalo yamazulu nomhlaba (bathi), "O Nkosi yethu! Wena Awukudalanga konke oku ngaphandle kwenjongo. Uzuko malube kuWe! Siphe usindiso kwintuthumbo yoMlilo.
192. Nkosi yethu! Inene, lowo Umngenise eMlilweni, Umhlazisile; kananjalo abenzi bobubi asokuze bafumane bancedi.
193. Nkosi yethu! Inene thina siluvile ubizo lwakhe (uMuhammad) lowo ubizele abantu elukholweni (esithi), 'Kholwani eNkosini yenu.' Kananjalo sikholiwe thina. Nkosi yethu! Sixolele izono zethu, Usihlambulule kwizenzo zethu ezingcolileyo, Usenze sife nabo bamkelekileyo (kuWe).
194. Nkosi yethu! Siphe oko Wasithembisa ngako ngabaThunywa baKho, Ungasibeki ehlazweni ngoMhla woVuko, kuba Wena Awuzanga Usaphule isithembiso saKho."
195. Ke kaloku INkosi yabo Isamkele isicelo sabo (Yathi), "Andisokuze nakanye Ndivumele umsebenzi wakhe nawuphi na kuni ukuba ulahleke. Oyindoda nokuba ngongowasetyhini na kuni. Omnye ngowomnye kuni, ke abo bafudukayo (ngenxa yokuba) babegxothiwe emizini yabo, bava ubunzima ngenxa yaM, nabo balwayo, babulawa (ngenxa yaM), inene, Mna Ndiya kubahlambulula ezonweni zabo Ndibangenise eMiyezweni ekumpompoza amanzi ngaphantsi kwayo; umvuzo ovela kuAllâh kananjalo kuAllâh kukho eyona mihle imivuzo".

196. Ubunewunewu babo bangakholwayo mabungakukhohlisi ezweni.
197. (Obo bunewunewu babo) bululonwabo lwexeshana; isiphelo (sabo) sisiHogo; hayi ukubambi kwaloo ndawo (baya) kuphumla kuyo.
198. Kodwa abo bayoyikayo iNkosi yabo, baya kuba seMiyezweni ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo, baya kuhlala apho ngonaphakade besonwatyiswa nguAllâh; ke kaloku oko kukuAllâh; kokona kulungileyo kwabanyulu.
199. Inene phakathi kwaBantu beNcwadi kukho abo bakholwayo kuAllâh nakoko kutyhilwe kuwe (wena Muhammad) nakoko kwatyhilwa kubo, bayazithoba phambi koAllâh. Abathengisi ngeeVesi zika-Allâh ngexabiso elincinane, okwabo iya kuba ngumvuzo ovela eNkosini yabo. Inene uAllâh Uyakhawuleza ukufaka embuzweni.
200. Hini na nina bakholwayo! Nyamezelani, nibe nomonde ngakumbi, nilondoloze ummandla wenu ngokubeka imikhosi yenu ime isigxina kwiindawo utshaba olunokunihlasela kuyo, Moyikeni uAllâh, khon'ukuze nibe nempumelelo.

ISahluko 4
AN-NISÂ (ABAFAZI) 4

Egameni likaAllâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Hini na bantu! Yoyikani iNkosi yenu, Eyanidalayo ngesiqu esinye (uAdam). Waza kuso Wadala umfazi waso [(uHawwâ) uEva] Waza kubo bobabini Wadala inyambalala yamadoda nabafazi; kananjalo moyikeni uAllâh loWo ninkqanga (amalungelo enu omnye komnye) ngaYe ningawaqhawuli amaqhina ezibeleko (okuzalana). Inene, uAllâh Uhleli Enijongile.
2. Nikani iinkedama iimpahla[1] zazo ningatshintshi izinto zenu [ezingento yanto (ngezazo)] ezilungileyo; ningatyi izinto zazo (amafa) ngokuthi nongezelele ezenu ngazo. Inene esi sisono esikhulu.
3. Ukuba ninoloyiko lokuba hleze ningakwazi ukuphathisana neenkedama eziziintombi ngobulungisa, tshatani ke ngoko abafazi enibathandileyo, ngambini okanye ngantathu okanye ngane; kodwa ukuba ninoloyiko lokuba hleze ningabaphathi ngobulungisa, makabe mnye kuphela okanye abo izandla zenu zokunene zibabambileyo[2]. Oko kusondele ekunithinteleni ningenzi intswela bulungisa.

1 Iimpahla zeenkedama (4:2) zizinto ezililifa ezashiywa nalo ngabazali bazo okanye zizalamana zazo, ingaba yimali, iinkomo, iigusha, imizi nokuba yintoni na eyiyenye yazo

2 Okubanjwe sisandla sokunene (4:3) ngabasetyhini abangazalaniyo nawe abaphantsi kwakho kodwa bengatshatanga nawe ukutsho oko ngamashweshwe ayefumaneka kubafazi neentombi zeentshaba ababefumaneka emfazweni ngamaxesha akudala namakhobokazana ayefumaneka ngokuthengwa okanye ngokuthinjwa.

4. Kananjalo banikeni abafazi (enibatshatileyo) i*mahr*[3] ngentliziyo entle; kodwa ukuba bathe ngokuzithandela kwabo banipha inxalenye yayo, yithatheni niyonwabele ningenaloyiko lwangozi.
5. Ke kaloku ningathathi ingqwebo yenu niyinike izidenge uAllâh Aninike yona, Ayenze ukuba ibe yindlela yesixhaso senu, koko bondleni nibambese ngayo, nithethe amazwi obubele nobulungisa kubo.
6. Zivavanyeni iinkedama zide zifikelele ebudaleni bokuba zitshate; ukuba ke nizifumanise ukuba zinengqiqo epheleleyo, zikhululeleni iimpahla zazo, kodwa ningazityi ngokuzidyakraza, nigxabhagxabhisa kuba nisoyikisela ukuba ziza kukhula kananjalo lowo usisityebi (kwabo bangabagcini bazo) makangathathi ntlawulo, kodwa ukuba ulihlwempu, makazithabathele okuselungelweni ngobulungisa (ngokusebenza kwakhe) ke kaloku xa nizikhululela iimpahla zazo thabathani amangqina abekhona phambi kwazo; kananjalo uAllâh Wanele Eyedwa ukuba Afake abantu embuzweni.
7. Kukho isabelo sabo bangamadoda nesabelo sabo basetyhini koko kushiywe ngabazali nabo bazizizalwana zabo ezisondele kakhulu kubo (ngokuzalana) enokuba iimpahla (ezo zishiywe ngabazali) zincinci okanye zininzi na, isabelo sazo sisemthethweni.
8. Ke kaloku ukuba izizalwana, neenkedama namahlwempu zibe khona xa kusabiwa ilifa, bapheni kwimpahla leyo, nithethe ilizwi lobubele nobulungisa kubo.
9. (Ababi belifa) abo mababe noloyiko olunjengolo bebeza kuba nalo ukuba ibingabo abo bashiye abantwana ababuthathaka ngasemva. Ngoko ke maboyike uAllâh bathethe amazwi alungileyo.

3 I*mahr* (4:4) yimali okanye nokuba yintoni na ehlawulwa yindoda iyinike umfazi xa itshatiswa naye.

10. Inene abo batya iimpahla zeenkedama ngentswela bulungisa, abatyi nto yimbi ngaphandle koMlilo eziswini zabo, baya kutshiswa eMlilweni odwanguzayo.

Icandelo 2

11. Ngokuphathelene nelifa (emalifunyanwe) ngabantwana uAllâh Uniyalela ukuba: umntwana oyindoda makanikwe isabelo esilingana nezababini basetyhini. Ukuba ngaba ziintombi zodwa, ezimbini okanye ngaphezulu, isabelo sazo siya kuba zizithathu ezibini elifeni, ukuba inye kuphela, isabelo sayo siya kuba sisiqingatha selifa (elo). Kubazali, iya kuba sisahlulo sesithandathu kumntu ngamnye kubo ukuba umfi lowo ushiye abantwana ngemva. Ukuba akanabantwana, kuphela ngabazali bakhe abaziindlalifa, umama uya kufumana isithathu; ukuba umfi ushiye abantakwabo okanye (oodadewabo), umama uya kufumana isahlulo sesithandathu. (Ulwabiwo lwelifa lwenziwa) emva kokuhlawula onke amatyala nemiyolelo ashiye eyenzile. Ke nina anazi ukuba ngabaphi na kubo abasondeleyo kuni kubundlamafa, (anazi) nokuba ngabazali benu na nokuba ngabantwana benu na; (Ezi zi zabelo ezimiselweyo) zingumyalelo ka-Allâh. Yaye uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
12. Ke kaloku oko kushiywe ngabafazi benu, isabelo senu siya kuba sisiqingatha ukuba bebengenabantwana, ukuba banomntwana, nofumana isine soko bakushiyileyo emva kokuhlawulwa kwamatyala nemiyolelo abashiye beyenzile. Koko kushiywe nini, isabelo sabafazi benu siya kuba sisahlulo sesine ukuba anishiyanga bantwana ngemva; kodwa ukuba nishiye umntwana, (abafazi benu) bofumana isahlulo sesibhozo soko kushiywe nini emva kokuhlawulwa kwamatyala nemiyolelo enishiye niyenzile. Ukuba indoda okanye owasetyhini olifa lakhe labiwayo akashiyanga bazali okanye abantwana koko ushiye umntakwabo okanye

udade wabo, ngamnye kwaba babini ufumana isahlulo sesithandathu; kodwa ukuba bangaphezulu kwesibini, baya kwabelana ngesahlulo sesithathu, emva kwamatyala nemiyolelo ashiye eyenzile, khon'ukuze kungabikho lahleko yenzekayo (nakuwuphi na kubo). Lo ngumyalelo ka-Allâh; kananjalo uAllâh nguSolwazi uSozinceba.

13. Le yimiqathango (emiselwe) nguAllâh, nabani na othobela uAllâh noMthunywa waKhe (uMuhammad) uya kungeniswa eMiyezweni ekumpompoza imilambo phantsi kwayo, ahlale apho, kwaye oko iya kuba yimpumelelo enkulu.

14. Ke lowo ungaMthobeliyo uAllâh noMthunywa waKhe aze agabadele atsibe imiqathango yaKhe, Yena Uya kumngenisa eMlilweni, ahlale apho ngonaphakade; kwaye uya kufumana isingcungcuthekiso esilihlazo.

Icandelo 3

15. Abo basetyhini kuni benza ukrexezo[4] thabathani ubungqina bamangqina amane phakathi kwenu ngokuchasene nabo; ukuba baye bangqina, bagcineni ezindlwini de ukufa kufike kubo okanye Ade uAllâh Aninike myalelo (wumbi)[5].

4 Ukrexezo ngesiArabhu (4:15) yi'*Zinah*', i*zinah* ngokwengcaciso epheleleyo, kukukrexeza, ukuhambisana, ukuthandana, ukujola. Ngokomthetho we Islam i*Shari'ah*, kukudibana koyindoda nowasetyhini ngesondo bengaqalanga ngokudintyaniswa ngeqhina lomtshato.

5 Le Vesi (4:15) yacaciswa yiVesi 2 kaSûrah Nûr, isahluko 24 Vesi leyo ithi: "*umkrexezi ongenamfazi nomkrexezikazi ongenamyeni mabakatswe ikhulu lemivumbo ngamnye kubo ezimpundu.*" Ukanti uMthunywa ka-Allâh, sallallâhu `alayhi wasallam, wayalela ukuba indoda enomfazi wayo ebanjwe elukrexezweni nomfazi otshatileyo obanjwe elukrexezweni mabaxulutywe ngamatye bafe emva kokuba bevumile ngokwabo ukuba bayenzile loo nto okanye kubekho amangqina amane ababonileyo ngethuba besabelana ngesondo, hayi behamba kunye okanye behleli kunye okanye bencokola kunye koko makababone bedibene ngesondo.

16. Ke kaloku abantu ababini (indoda nomfazi) phakathi kwenu abenze isenzo sokukrexeza bohlwayeni bababini. Ukuba bathe baguquka benza izenzo zobulungisa bayekeni. Inene uAllâh nguMxoleli uSozinceba.
17. UAllâh Wamkela kuphela inguquko yabo benza ububi bengazi bebangwa nabubudenge baze baguquke emva koko; ngabo uAllâh Aya kubaxolela kananjalo uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
18. Ayinto yanto inguquko yabo baqhubeka nokwenza izenzo zokungcola kude ukufa kufikele omnye wabo aze athi, "Ngoku ndiyaguquka;" ukanti nabo bafa bengekakholwa. Bona Sibalungiselele isohlwayo esibuhlungu.
19. Hini na nina bakholwayo! Anivumelekanga ukuthabatha abafazi nibenze ilifa lenu kungengantando yabo; kananjalo anifanelanga kubaphatha gadalala, ukuze nithabathe inxalenye ye*mahr* enibanike yona, ngaphandle kokuba benze isenzo esicacileyo sokrexezo; hlalani nabo ngokuhloniphekileyo. Ukuba niyabachasa kungenzeka ukuba nichasa into ekuyeyona uAllâh Azisa okulunge kakhulu ngayo.
20. Ke ukuba nifuna ukuthatha omnye umfazi endaweni yomnye nibe sele nimnikile omnye kubo i'*Kintâr*[6], musani ukuhlutha nentwana kuyo; ingaba nina beningayithabatha ngobugwenxa ngokungekho lungelweni nangokusesonweni esicacileyo?
21. Ningathini ukuyihlutha ekubeni omnye ebesele eyile[7] komnye, ukanti bona bebesele bethabathe umnqophiso kuni wesifungo ongqingqwa?
22. Ke kaloku ningabatshati ababetshatwe ngootata benu; ngaphandle koko kwenzeka kwilixa eladlulayo; inene (oko) kwakulihlazo neyona nto ichaseke kakhulu, ikwayindlela engcolileyo.

6 I'*Kintâr* (4:20) yi*mahr* esele siyichazile kwiVesi 4 yale surah.
7 Xa kusithiwa beseniyile kubo (4:21) kuthethwa ukuba *sele* nabelene nabo ngesondo.

Icandelo 4

23. Abangavumelekanga kuni (ukuba nibatshate): ngoomama benu, iintombi zenu, odade wenu; oodadobawo benu, oomakazi benu, iintombi zabantakwenu, iintombi zoodade benu, umama (ongengowakho) okondlileyo ngokukuncancisa (ebeleni lakhe), iintombi ezingengodade benu enincanciswe belenilinye nazo, oomama babafazi benu, iintombi zabafazi benu eziphantsi kogcino lwenu, zizalwa ngabafazi benu esele ningenile kubo kodwa ke akusosono kuni (ukuzitshata) ukuba beningekangeni koomama bazo, abafazi boonyana benu abaphuma kwezenu izinqe neentombi ezimbini ezingoodade azinakwendela ndodeninye kuni ngaxeshanye[8], ngaphandle koko sekwenzeke kwilixa elidlulileyo. Inene uAllâh nguMxoleli nguSozinceba.

Isiqendu 5

24. Abanye eningavumelekanga (ukubatshata) ngabafazi asele betshatile, ngaphandle kwamakhobokazana asesandleni senu sokunene. Umisa ngolo hlobo ke uAllâh kuni. Bonke abanye bavumelekile, ukuba nibafuna ngokomtshato nge*mahr* eniyithatha kwingqwebo yenu, nifuna ubunyulu, ningenzi zenzo zokudibana ngesondo ngokungekho mthethweni, ke abo nithe nonwabela ukwabelana nabo ngesondo, banikeni i*mahr* yabo njengoko kumiselwe; kodwa ke ukuba nithe emveni kokuba besele nivumelene nge*mahr* nagqiba kwelokuba maniyongeze akukho sono kuni. Inene uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.

25. Ke kaloku abo kuni bangenamandla okutshata abafazi abakholwayo, abakhululekileyo, bangatshata kwiintombi ezikholwayo zamakhoboka asesandleni senu sokunene. Kwaye

8 Ngaxeshanye (4:23) kuthethwa ukuba akanakuthi ngoku udade wabo esaphila engekawuqhawuli umtshato nomyeni wakhe endele kuye ngaphandle kokuba udade wabo lowo uwuqhawule umtshato okanye wasweleka, angendela ke ngoku kumyeni wodadewabo.

uAllâh Unolwazi olugcweleyo ngokholo lwenu; omnye ungowomnye kuni. Batshateni ngemvume yezizalwana zabo, nibanike i*mahr* ngendlela eyamkelekileyo. Zona (iintombi ezingabathinjwa) mazibe ngabantu abanyulu ingabi ngabakrexezikazi, abarheletyayo. Kananjalo xa betshatiwe baza emva koko benza izenzo zokrexezo, isohlwayo sabo, siya kuba sisiqingatha sesabafazi abakhululekileyo, abangatshatanga[9]. Oku kuni kokwabo banoloyiko lokulinyazwa enkolweni yabo nasemizimbeni yabo; kodwa kuya kulunga kakhulu kuni ukuba nisebenzise ukuzibamba nokuzeyisa. Kananjalo uAllâh nguMxoleli, nguSozinceba.

Icandelo 5

26. UAllâh Ufuna ukwenza kucace (okuvumelekileyo noko kungavumelekanga), kuni Anibonise neendlela zabo bangaphambili kunani, Amkele nenguquko yenu, uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
27. UAllâh Ufuna ukwamkela inguquko yenu, kodwa abo balandela iinkanuko zabo banqwenela ukuba nina bakholwayo niphambuke ngamandla nimke (eNdleleni eLungileyo)
28. UAllâh Ufuna ukunenzela lula; kananjalo umntu wadalwa waba buthathaka[10].
29. Hini na nina bakholwayo! Musani ukutyelana ingqwebo yenu ngentswela bulungisa ngaphandle kokuba oko kulunaniselwano phakathi kwenu, ngemvumelwano eninayo

9 Abafazi abangatshatanga (4:25) ngokwesohlwayo seIslam abohlwaywa ngokufanayo nabatshatileyo xa bebanjwe elukrexezweni njengoko kucacisiwe kwingcaciso ekuVesi 15 yesi Sahluko. Ke ngoko nabafazi abangatshatanga abangabathinjwa bohlwaywa ngesohlwayo esingeneno kwesabo bakhululekileyo bangekho kuthinjweni.

10 Ukuba buthathaka kule ndawo (4:28) kuthetha ukungakwazi ukuzibamba, ukungakwazi ukunyamezela ukungabi namonde ukoyiswa ziinkanuko zomzimba.

phakathi kwenu. Kananjalo ningazibulali (ningabulalani). Inene uAllâh nguSozinceba kuni.

30. Ke lowo wenze oko ngenjongo yokuhlasela nentswela bulungisa, Siya kumphosa eMlilweni, kwaye kulula oko kuAllâh.

31. Ukuba ke niyaziphepha izono ezikhulu, ezo ningavumelekanga ukuba nizenze, Siya kunixolela izono zenu (ezincinane), Siningenise kwisango elihloniphekileyo (ePaladesi).

32. Kananjalo ninganqweneli izinto uAllâh Athe Wenza abanye benu ukuba bagqwese abanye ngazo. Amadoda aya kufumana umvuzo woko akusebenzeleyo, kanti nabafazi baya kuwufumana umvuzo woko bakusebenzeleyo. Ke kaloku celani uAllâh Aniphe iziBele zaKhe. Inene uAllâh nguMazi wezinto zonke.

33. Kumntu wonke sinyule indlalifa yoko kushiywe ngabazali nezizalawana. Nakwabo nenze isibhambathiso (sobuzalwana nabo), banikeni isabelo sabo semfanelo. Inene uAllâh liNgqina phezu kwezinto zonke.

Icandelo 6

34. Amadoda ngabakhuseli nabalondolozi babafazi ke ngoko uAllâh Wenze omnye kubo wamgqwesa omnye, kuba bathatha, bachithe kwabanako (ukubondla) ke ngoko abafazi abangabakhonzi benene baba nentobeko (kuAllâh nakubayeni babo) balondoloze okomyeni xa engekho yena oko uAllâh Abayalele ukuba bakulondoloze. Ke kaloku abo bafazi nibabona ukuba isimilo sabo sigwenxa, bayaleni [kuqala, (ukuba bayaqhubeka nokunganiphulaphuli)] musani ukwabelana nabo ngomandlalo (ukuba abayeki) nibabethe; kodwa ukuba babuyela enguqukweni, musani ukugrumba (uchuku kubo). Inene uAllâh Uphakamile Mkhulu.

35. Ukuba ninoloyiko lokuphela kwemvisiswano phakathi (kwendoda nomfazi wayo) tyumbani abaxolelanisi babe babini, omnye ibe ngowakulomyeni omnye ibe ngowakulomfazi; ukuba bobabini bafuna uxolo uAllâh Uya kulwenza uxolelwaniso. Inene uAllâh Unolwazi lwezinto zonke.
36. Kananjalo khonzani uAllâh ningayamanisi namnye kuYe. Baphatheni kakuhle abazali, izihlobo, iinkedama nabasweleyo, ummelwane osondeleyo ngokuhlobana, ummelwane ongesosihlobo (sakho), umhlobo wakho osecaleni kwakho, umhambi (odibana naye) nabo basezandleni zenu zokunene. Inene uAllâh akabathandi abo banekratshi baqhayisayo.
37. Abo bangamagqolo[11] baze bayalele abanye ukuba babe nobugqolo, bafihle oko bakuphiwe nguAllâh kuvela kubuBele baKhe. Thina Silungiselele abo bangakholwayo isohlwayo esilihlazo.
38. Nabo banikela ngegqwebo yabo besenzela ukubonwa ngabantu, bangakholwa nokukholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela (bangabahlobo bakaShaytân) ke lowo uzithabathela uShaytân ukuba abe ngumhlobo wakhe, unonjani yena ukuba mbi umhlobo!
39. Ibiza kuba yintoni ilahleko kubo ukuba bebekholiwe kuAllâh nakwiMini yokuGqibela, banikela ngamalizo koko uAllâh Abaphe kona ukuba kube sisixhaso sabo? Kananjalo uAllâh Unolwazi ngabo.
40. Inene! UAllâh Akabenzi nobungangesuntswana elincinane ubugwenxa kodwa ukuba kukho okulungileyo (okwenziweyo) Uyakuphindaphinda, Akhuphe kuYe umvuzo omkhulu.
41. Kazi okokuba kuza kuba njani na ke xa Simisa ingqina kwisizwe ngasinye, Simise wena (Muhammad) ukuba ube

11 Amagqolo (4:37) ngabantu abanobugogotya, abavimbayo, bambi bathi nokuba sele bekuphile loo nto bakuphe yona baphinde bayithathe kwakhona besakuba nokungavisisani okuthile nawe kungenjalo bahambe bechazela abantu ngento abakuphe yona.

lingqina ngokuchasene naba bantu! (amaMuslim nama-Arabhu ngokubanzi)!

42. Ngaloo Mini abo bangakholwayo, bangamthobeliyo uMthunywa (uMuhammad), baya kunqwenela ukuba akwaba bebengabangcwatyiweyo phantsi komhlaba kodwa abasayi kukwazi ukufihla nokuba ibe nye inyaniso kuAllâh.

Icandelo 7

43. Hini na nina bakholwayo musani ukusondela kwi*Salâh* nikwimeko yokunxila de niyazi into eniyithethayo naxa nikwimeko yokungahlambuluki[12] ngaphandle kwamaxa nithabathe uhambo nisendleleni [kungekho manzi (okanye indlela yenu inqumla eMasjid] de nihlambe imizimba. Kanti ke xa nigula okanye niseluhambeni okanye omnye kuni uvela kuzikhulula kwindlu yangasese okanye benidibene (ngesondo) nabafazi, nize ningafumani manzi, yenzani itayammum ngomhlaba ococekileyo, nihlikihle ngawo ubuso benu nezandla, inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
44. Awubabonanga na wena abo babenikwe inxalenye yesiBhalo ukuba bathenga indlela egwenxa, baza banqwenelela nina ukuba nibe sekulahlekeni?
45. UAllâh Unolwazi olugcweleyo ngeentshaba zenu, yaye uAllâh Wanele Eyedwa ukuba Abe nguMncedi.
46. Phakathi kwabo bangamaYuda, kukho abasusa amazwi kwindawo yawo yemfanelo bathi, "Siyaliva ilizwi lakho (Muhammad) singathobeli," sikumamela senze ungevi kwanto." (Baze bathi), *"Râ'inâ"*, bagqwethe amalwimi abo begculela inkolo (yeIslam) ukanti ukuba babethe, "Siyeva,

12 Imeko yokungahlambuluki (4:43) yimeko yokungacoceki emzimbeni xa umntu ebedibene nomnye ngesondo, okanye abasetyhini xa besexesheni, begqiba kuzala, nabantu abafumana amaphupha amanzisayo. Abantu abanjalo abahlambulukanga de bahlambe umzimba ngamanzi okanye umhlaba.

sithobele, senze siqonde", bekuya kubalungela oko, kube koko kuchanekileyo; kodwa uAllâh Ubaqalekisile ngokungakholw kwabo, k kalok bon abakholwa ngaphandle kwabambalwa (kubo).

47. Hini na nina babenikwe isiBhalo (maYuda nani maKhristu) kholwani koko Sikutyhilileyo (kuMuhammad) kungqina oko kukuni, Singekade Sonakalise ubuso (benu) Sibujike bujonge ngemva okanye Sibuqalekise njengoko Saqalekisa abaphuli beSabatha, kwaye uMyalelo ka-Allâh uhlala uphunyeleliswa.

48. Inene uAllâh Akakuxoleli ukwayanyaniswa kwamahlulelane kuYe, kodwa Uyamxolela lowo Athande ukumxolela ngaphandle kowenze loo nto, Lowo wayamanisa amahlulelane kuAllâh, inene yena uziyilele isono esibi ngokugqithisileyo.

49. Ingaba akuwabonanga na loo (maYuda naloo maKhristu) Abangela kuwo ubungcwele. Nakanye, uAllâh Ungcwalisa lowo Amthandileyo, yaye abazi kuphathwa ngentswela bulungisa enokuba ingangomsontwana wepete yedatilisi encwelwe yangumcwe omde.

50. Khawujonge indlela abaqambe ubuxoki ngayo ngoAllâh, yaye oko kwanele kukodwa ukuba kube sisono esicacileyo.

Icandelo 8

51. Awubabonanga na abo babenikwe inxalenye yesiBhalo? Babekholelwa ku*Jibit*[13] naku*Tâghût*[14] baza bathi kumakholwa bona bangabona bakhokeleke ngcono kuneNdlela yamakholwa.
52. Bona ngabo uAllâh Abaqalekisileyo, ke lowo uqalekiswe nguAllâh awusayi kumfumanela mncedi.
53. Okanye mhlawumbi nabo banesabelo kulongamelo? Ukuba bekunjalo bebengazi kukwazi ukunika uluntu nentlantsi yento ekumva wepete yedatilisi.
54. Okanye bamonela abantu (uMuhammad nabalandeli bakhe) ngoko uAllâh Abaphe kona kuvela kubuBele baKhe? Ngenene Sapha usapho lukaIbrâhîm iNcwadi nobulumko saza kananjalo Salunika ubukumkani obukhulu.
55. Abanye kubo bayakholwa kuye (uMuhammad) bambi kubo bajika ubuso babo babujongise (kude) kuye; ke kaloku isiHogo sibafanele bona ukubatshisa.
56. Inene! Abo baya bangakholwa kwiiVesi zeThu Siya kubatshisa eMlilweni. Zithi zisakutsha ziphele izikhumba zabo, Sibafake ezinye izikhumba khon'ukuze bave isohlwayo. Inene uAllâh Unamandla, nguSobulumko.

13 U*Jibit* (4:51) sisithixo okanye izithixo kungenjalo nantoni na ekhonzwa ngabantu ibe ingengoAllâh . Kanti ke u'Umar wathi igama elithi *Jibit* lithetha ubugqi bokwenza imilingo nezinto ezinjengezo. (B.65:iv,10)

14 U*Tâghût* (4:51) ligama elingcambu yalo inguTaghâ elithetha umntu owagabadelayo, owayenekratshi, owayenenkohlakalo engenantobeko, enenkukhumalo nowayechase ukholo ngokugqithisileyo. Kanti ke likwathetha nawuphi na umntu oyinkokeli elahlekisa abanye. Kule Surah (4:51) likhombisa okokuba lo mntu ngumntu ongumvumisi olahlekisa abantu ngomoya wemishologu yamagqirha akwaziwa nangelokuba ngoosiyazi. Kaloku amaYuda embalini kuvakala ukuba ayengabantu ababenqula wonke uvobe lo, babenqula nemifanekiso eqingqiweyo, yamathole egolide, neminye imifanekiso eyayimile okwamahashe aneempondo nabo bonke nje obunye ubudenge.

57. Ke bona abo bakholwayo, benze izenzo zobulungisa, Siya kubangenisa eMiyezweni ekumpompoza amanzi ngaphantsi kwayo, bahlale apho ngonaphakade. Phakathi apho baya kuba nabalingane abanyulu, Size Sibangenise emithunzini ebanzi nanzulu (yePaladesi).
58. UAllâh Uniyalela ukuba nibuyisele izinto ebenizigcinisiwe (nebenizibolekiwe) kubaninizo naxa nigweba phakathi kwabantu, gwebani ngobulungisa. UAllah Unicebisa ngokona kulungileyo! Inene uAllâh nguSokuva, uSokubona.
59. Hini na nina bakholwayo! Thobelani uAllâh nithobele noMthunywa nabo benu basemagunyeni, ukuba ninento eningavisisaniyo ngayo, yibhekiseni kuAllâh noMthunywa waKhe ukuba niyakholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela. Oko kokona kungcono nokona kulungileyo ukufikelela kwisigqibo esisiso.
60. Akubaboni na abo (bahanahanisi) bathi bayakholwa koko kutyhilwe kuwe, nakoko kwatyhilwa ngaphambili kunawe, okokuba banqwenela ukuba makugwetywe [kwiimbambano zabo (ngabagwebi)] abangabenzi bobubi nangona babeyalelwe ukuba mabangabamkeli (abo bagwebi). Kodwa uShaytân ufuna ukubalahlekisa babe kude (eNdleleni ethe Tye).

Icandelo 9

61. Kananjalo xa kusithiwa kubo, "Yizani koko uAllâh Akutyhilileyo nakuMthunywa," uya kubabona abahanahanisi betshikila bekufulathela ngenxa yenkcaso.
62. Kazi okokuba kuza kuba njani na xa behlelwa lishwangusha phezu kwabo ngenxa yoko kwenziwe zizandla zabo, bona bafika kuwe befunga ngoAllâh (besithi), "Besingafuni nto yimbi thina ngaphandle koxolelwaniso!"
63. Bona bangabo (bahanahanisi) uAllâh Akwaziyo okusezifubeni zabo, ke ngoko yithi gu bucala kubo (ungabohlwayi) kodwa

balumkise; uthethe ilizwi elinemvakalo kubo ligqobhozele emiphefumlweni yabo.

64. ASizanga Sithumele Mprofeti (Singamthumeleli) ukuba athotyelwe ngemvume ka-Allâh. Ukuba bona (abahanahanisi) bebethe besakuzona imiphefumlo yabo beza kuwe (Muhammad), bacela itarhu kuAllâh, noMthunywa wabacelela itarhu: Inene bebeza kuMfumana uAllâh EnguMxoleli, uSozinceba.

65. Kodwa akunjalo, (Ndifunga) ngeNkosiyakho, abanakukholwa de benze wena ugwebe phakathi kwabo kwiimbambano zabo, baze bangafumani kuphikiseka kuzo (izigwebo zakho) bazamkele ngokuzinikele ngokupheleleyo.

66. Kanti ke ukuba beSisuke Sabayalela (Sathi), "Zibulaleni"[15] okanye (Sithi), "Shiyani amakhaya enu," bebeya kuba mbalwa kakhulu kubo abebeza kuyenza loo nto; kodwa ukuba bebekwenzile oko babeyalelwe kona bekuya kulunga kakhulu kubo oko, kwaye bekuza komeleza (ukholo) lwabo.

67. Inene beSiya kubapha umvuzo omkhulu ovela kuThi.

68. Kananjalo beSiya kubakhokelela eNdleleni ethe Tye.

69. Abo bathobela uAllâh no Mthunywa (uMuhammad) baza kuba kwiqela labo uAllâh Athululele uBabalo lwaKhe phezu kwabo, (babe)] kwiqela labaProfeti, abanyanisekileyo, abafelukholo namalungisa. Anjani wona ukuba nyulu amadlelane!

70. Obo bubuBele obuvela kuAllâh, kwaye uAllâh Wanele Eyedwa ukuba Abe nguMazi weento zonke.

15 Xa kusithiwa mabazibulale (4:66) kuthethwa ukuthi: aba bangalenzanga eli tyala mababulale aba balenzileyo.

Icandelo 10

71. Hini na nina bakholwayo! Hlalani nilumkile (ngalo lonke ixesha) yiyani phambili (edabini) ningamaqela ngamaqela okanye niye phambili nonke ngaxeshanye.
72. Ngokungathandabuzekiyo phakathi kwenu ukhona onga angashiyeka ngasemva (angayi kulwa eNdleleni ka-Allâh). Xa nithe nahlelwa lilishwa, uthi yena, "Inene uAllâh Undithandile (Wandenza) ukuba ndingabikho phakathi kwabo".
73. Kodwa xa ubuBele (uloyiso nexhayelo) bunifikele buvela kuAllâh (aqale) athi, ngokungengathi azanga kwabakho maqhina abuhlobo phakathi kwenu naye, "Kwowu madoda! Akwaba bendikunye nabo; bendiya kuzuza impumelelo enkulu (isabelo esihle sexhayelo)".
74. Ke kaloku loo makholwa athengisa ngobomi (bawo) beli hlabathi (ebuthengisela) uBomi oBuzayo makalwe eNdleleni ka-Allâh, (kuba) lowo ulwa eNdleleni (ka-Allâh), aze abulawe okanye azuze uloyiso, Siya kumnika umvuzo omkhulu.
75. Yintoni kanye ngani ukuba ningalwi eNdleleni ka-Allâh, (nilwele) nabo bangenamandla (okuzikhusela), baphethwe kakubi, bacinezelekileyo eluntwini, abafazi nabantwana, abasikhalo sabo sikukuthi, "Nkosi yethu! Khawusisindise kwesi sixeko sibantu baso bangabacinezeli; Usivelisele umntu ovela kuWe oza kusikhusela, Usivelisele kananjalo umntu ovela kuWe oza kusinceda".
76. Abo bakholwayo, balwa eNdleleni ka-Allâh, babe bona abo bangakholwayo besilwa endleleni yongendawo (uShaytân). Ngoko ke yilwani ngokuchasene nabahlobo bakaShaytân. Inene lahlala lingento yanto iyelenqe likaShaytân.

Icandelo 11

77. Awubabonanga na wena abo babexelelwe ukuba babambe izandla zabo (ekulweni) benze i*Salâh*, banikele nge*Zakâh* kodwa kwathi kusakuyalelwa ukuba balwe; iqela elithile kubo lasuka loyika abantu langa loyika uAllâh okanye nangaphezulu? Bathi, "Yini na Nkosi yethu ukuba Usiyalele ukuba silwe? Awungesiniki ixesha elifutshane na Usimele?" Yithi wena, "Eyona nto imfutshane lulonwabo lwalo mhlaba. UBomi oBuzayo bulunge ngakumbi kulowo uMoyikayo uAllâh, kwaye anizi kuphathwa ngentswela bulungisa (Nditsho) nengangomsonto oncwelwe wamde wepete yedatilisi[16]."
78. Naphi na apho nikhoyo, ukufa kuza kunifikela enokuba ningade nibe sezinqabeni ezakhiwe zaqina zaphakamela phezulu (kangakanani na)! Ukanti xa okulungileyo kubafikele bathi, "Oku kuvela kuAllâh," kodwa bathi xa ububi bubahlele, bathi, "Oku kuvela kuwe (Muhammad)". Yithi ke wena, "Zonke izinto zivela kuAllâh, ngoko ke yintoni egwenxa ngaba bantu ukuba baswele ukuqonda naliphi na ilizwi?"
79. Nantoni na elungileyo ekuhlelayo, isuka kuAllâh, Ukanti nantoni na engendawo ekuhlelayo, isuka kwisiqu sakho, kwaye wena (Muhammad) Sikuthumele ukuba ube nguMthunywa eluntwini, yaye uAllâh Wanele (Eyedwa) ukuba Abe liNgqina.
80. Lowo uthobela uMthunywa (uMuhammad), uthobela uAllâh, ke lowo ujibilikayo, wena (Muhammad) Asikuthumelanga ukuba ube ngumlondolozi wabo.
81. Bathi, "Siyathobela," kodwa besakuba bemkile kuwe (Muhammad) iqela elithile kubo lichithe ubusuku bonke liqulunqa ngokuchasene noko ukuthethayo. Kodwa uAllâh Ubhala phantsi (amayelenqe abo obusuku) yithi gu bucala,

16 Idatilisi (4:77) sisiqhamo esifumaneka kwelama-Arabhu nakwamanye amazwe aseMpuma, sona sihluma kumthi othile oluhlobo lwesundu. Idatilisi ngesiNgesi yi*dat*e, ze xa zininzi kuthiwe zii*dates*.

usuke kubo ubeke ithemba lakho kuAllâh. UAllâh Wanele Eyedwa ukuba Abe nguMlawuli wemicimbi yenu.

82. Abayithabatheli ngqalelo na i'Kur`ân? Ukuba ibivela komnye ongengoAllâh bebeya kufumana ukungangqinelani okuninzi kuyo.

83. Bathi bakufikelwa nokuba yintoni na enxulumene nokhuseleko okanye uloyiko, bayibhengeze (eluntwini lonke); kanti ukuba bebenokuyazisa uMthunywa okanye (bayazise) abo balawulayo phakathi kwabo, abaphandi bokwenene bebeza kuyiqonda (kakuhle) kubo. Ukuba bekungekho ngenxa yenceba ka-Allâh kuni, ninge nilandele uShaytân ngaphandle kwabambalwa kuni.

84. Ke (wena Muhammad) yilwa eNdleleni ka-Allâh, wena (awuzi kuthabatha xanduva lwamntu) ngaphandle kwesiqu sakho, kananjalo phembelela amakholwa (ukuba nawo aye kulwa kunye nawe), kungenzeka okokuba uAllâh Uza kuwabamba amandla angendawo abangakholwayo. UAllâh Unamandla kakhulu Unamandla nasekohlwayeni.

85. Lowo ucengela okulungileyo uya kufumana umvuzo woko, nalowo ucengela okungcolileyo uza kufumana isahlulo kumthwalo woko. UAllâh Uyakwazi ukwenza izinto zonke.

86. Xa nibuliswa ngombuliso, nina bulisani ngongcono kunawo xa niwubuyisa umbuliso lowo kungenjalo wubuyiseni ngolingana kwanalowo beniwunikiwe. Inene uAllâh nguMmisi matyaleni Onocoselelo ngaphezu kweento zonke.

87. UAllâh akukho thixo ngaphandle kwaKhe inene Yena Uza kuniqokelela ndawonye nonke ngeMini yoVuko, (Mini leyo) kungekho ntandabuzo ngayo. Ngubani na onenyaniso ngaphezu koAllâh?

Icandelo 12

88. Yintoni na kanye ngani ukuba nahlukane nibe ngamaqela amabini ngokuphathelene nabahanahanisi? UAllâh Ubabuyisele emva (ekungakholweni) ngenxa yoko bazenze kona. Ingaba nina nifuna ukukhokela lowo uAllâh Amenze walahleka? Kwaye lowo uAllâh Amenze walahleka, asokuze umfumanele neyiphi na indlela.
89. Baninqwenelela ukuba nilahle ukholo nina njengoko nabo balulahlayo, nize ngaloo ndlela nifane nabo. Ke nina musani ukubathabatha nibenze iitshomi zenu de bafuduke ngokwecebo lika-Allâh (baye kuMuhammad eMadinah), kodwa ukuba baye bakreqa (kwi-Islam), babambeni nibabulalele naphi na apho nibafumana khona. Kananjalo ningabathabathi (abanye babo nibenze) iitshomi nabancedisi (benu).
90. Ngaphandle kwabo bazimanya neqela eliphakathi kwenu, neninesivumelwano (soxolo) nalo, nabo beza kuni ezintliziyweni zabo bebophekile ukuba bangalwi nani bekwabophekile ukuba bangalwi nabantu bakubo. Ukuba uAllâh Ebethanda, inene Ebengabanika amandla phezu kwenu, yaye bebeza kulwa nani. Ke ngoko ukuba bayarhoxa kuni, bangalwi nani banikeni uxolo, uAllâh Akanivulelanga ndlela ngokuchasene nabo.
91. Nakubafumana abanye benqwenela ukuba selukhuselekweni lwenu, babe selukhuselekweni nakubantu bakubo. Maxa onke bebuyiselwa ekuhendweni bayanikezela kuko. Ke kaloku ukuba abasuki kuni, banganiniki luxolo, bangazibambi izandla zabo (ekunilweni) bathatheni nibabambe nibabulale naphi na apho nibafumana khona. Kumcimbi wabo (banjalo) Sininikile igunya elicacileyo ngokuchasene nabo.

Icandelo 13

92. Akulolungelo kwikholwa ukuba libulale ikholwa ngaphandle kokuba oko kwenzeke ngempazamo; ke lowo ubulele ikholwa makakhulule ikhoboka elikholwayo ahlawule (nemali yegazi)[17] eyimbuyekezo, inikwe usapho lomfi ngaphandle kokuba bayayala (besenza inceba). Ukuba umfi ube ngowecala labantu abalwa nani kodwa elikholwa yena, ukukhulula ikhoboka elikholwayo (kungummiselo kuni) ukuba ebengowecala labantu eninesivumelwano sokwenza imbumba nabo, imali yegazi mayihlawulwe nini kusapho lwakhe, kukhululwe nekhoboka elikholwayo. Nabani na ke osifumana esi sohlwayo (sokukhulula ikhoboka) singaphaya kwamandla, (akhe) uya kuzila iinyanga ezimbini zilandelelana ngendlela yokufumana inguquko kuAllâh. UAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
93. Nabani na obulele ikholwa ngabom, imbuyekezo yakhe iya kuba sisiHogo, ahlale apho, ngonaphakade, ingqumbo ka- Allâh nesiqalekiso sika-Allâh, zibe phezu kwakhe, yaye isohlwayo esikhulu silungiselelwe yena.
94. Hini na nina bakholwayo! Xa nisiya (kulwa) eNdleleni ka-Allâh, yiphandeni (inyaniso) ningathi kumntu onibulisayo (ngokwamkela i-Islam nithi), "Awulilo ikholwa wena" kuba nifuna izinto eziphinda ziphele zeli hlabathi. Zininzi ngaphaya kokuqonda iinzuzo namaxhayelo kuAllâh. Njengoko yena esenjalo okwakaloku nje nani naninjalo ngaphambili Wada uAllâh Wanenzela uBabalo lwaKhe, ke ngoko, qaphelisisani kubandlululo lwenu. UAllâh Ukwazi kakuhle oko nikwenzayo.
95. Abo bangamakholwa bahlala (ekhaya), ngaphandle kwabo baziimbedlenge, (nabalimeleyo), abalingani nabo bazabalaza

17 Imali yegazi ngesiArabhu yi"Diyah" (4:92), le mali ikhutshwa ngabantu becala lakulombulali bayinike abakowabo kwalowo ubuleweyo. Ingaba yimali okanye ibe ziinkomo nezinye izinto ezifuywayo ngaphandle kwezingatyiwayo ezinje ngeehagu nezinja njalo-njalo

nzima balwe eNdleleni ka-Allâh ngobutyebi babo nangobomi babo. UAllâh Ubahlele ngokwamahlelo abo bazabalaza nzima balwe ngobutyebi babo nangobomi babo, bangentla kwabo bahlala (ekhaya). Kuye ngamnye kubo uAllâh Uthembisa (ngePaladesi), kodwa uAllâh Uthanda abo balwayo ngaphezu kwabo bahlala [ekhaya (yaye) Uza kubanika] umvuzo omkhulu.

96. Amabakala (aphakamileyo) avela kuYe, noxolelo nenceba. Kwaye uAllâh nguMxoleli Ohlala Enenceba.

Icandelo 14

97. Inene! Abo iingelosi zibathathayo (ekufeni) lo gama bezenze gwenxa iziqu zabo (njengoko baye bahlala nabantu abangakholwayo nangona ukufuduka kwakunyanzelekile kubo, iingelosi ziya kuthi (kubo), "Nanikwimeko enjani nina (ehlabathini)?" Baphendule, "Sasibuthathaka, sicinezelekile emhlabeni". Zize (iingelosi) zithi, "Ingaba umhlaba ka-Allâh wawungebanzanga ngokwaneleyo na ukuba nifuduke apho nanikhona?" Abo bantu banjalo baya kufumana ikhaya labo esiHogweni, esinjani ukungcola sona isiphelo sohambo!

98. Ngaphandle kwabo bangenamandla nabacinezelekileyo, amadoda, abafazi nabantwana abangenandlela yimbi abanokwenza ngayo, bengenalo necala abanokuya kulo.

99. Kubo aba, kukho ithemba lokuba uAllâh Uya kubaxolela kuba uAllâh Uyazihlambulula izono, Axolele Aphinde Axolele.

100. Lowo ufudukayo (emke kowabo) ngenxa ka-Allâh uya kufumana emhlabeni iindawo zokuhlala ezininzi nokuphila okuninzi ngoAllâh. Kananjalo lowo ushiya iwabo aze abe ngumngcucalazi ka-Allâh noMthunywa waKhe, aze asutywe kukufa, inene umvuzo walowo kuyimfuneko enkulu ukuba awufumane kuAllâh kwaye uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

Icandelo 15

101. Kananjalo nina xa niseluhambeni elizweni, akuyi kuba sisono kuni ukuba niyayifinyeza i*Salâh* ukuba ngaba noyikisela ukuba abangakholwayo banganifaka enkathazweni, inene abangakholwayo baya kuhlala beziintshaba zenu eziselubala.
102. Xa wena (Muhammad) ukunye nabo (ubakhokele kwi*Salâh*) elinye iqela labo maliphakame (lithandaze) kunye nawe liphethe izikhali zalo, bakugqiba ukuguqa nokuqubuda mababambe iindawo zabo ngemva, kuze elinye iqela ebe lingekathandazi (i*Salâh*) lize kuthandaza nawe lihlale linako konke ukulumka, liphethe izikhali (zalo). Abo bangakholwayo banqwenela okokuba akwaba beningenankathalo ngezikhali zenu nemithwalo yenu, khon'ukuze banihlasele ngesihlandlo esinye, kodwa (noko kunjalo) akuyi kubakho sono kuni ukuba nithe nazibeka phantsi izikhali zenu ngenxa yokuphazanyiswa yimvula okanye ngenxa yokuba nigula, kodwa hlalani nilumkile ngalo lonke ixesha. Inene, uAllâh sele Ebalungiselele isohlwayo esisisonyeliso abangakholwayo.
103. Nakugqiba ukwenza i*Salâh*, mkhumbuleni uAllâh nimi ngeenyawo, nihleli phantsi, (naxa nilele) ngamacala enu, kodwa nakuzifumana ningekho ngozini yenzani i*Salâh*, inene i*Salâh* ingummiselo kumakholwa ngamaxesha ayo amiselweyo.
104. Ningabi yekeyeke ekuleqeni utshaba; ukuba ngaba niva ubunzima, nabo oku kwabo beva ubunzima njengoko nani nibuva, kodwa nina ninethemba elivela kuAllâh abangenalo bona, uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.

Icandelo 16

105. Inene Thina Sikuthumelele iNcwadi (i'Kur'ân) ngenyaniso khon'ukuze ukwazi ukugweba phakathi kwabantu ngoko

uAllâh Akubonise kona, ke ngoko uze ungabi ngomthetheleli wezingcoli.

106. Kananjalo cela itarhu kuAllâh, Inene, uAllah nguMxoleli, uSozinceba.

107. Uze ungaxoxi uthethelele abo bazikhohlisayo, Inene, uAllâh Akathandi namnye ongumngcatshi, nongumoni.

108. Bangafane bazifihle izono zabo ebantwini, kodwa angekhe bazifihle kuAllâh kuba Yena Usoloko Enabo (ngolwazi lwaKhe), xa bequlunqa ngobusuku amazwi Angawathandiyo, yaye uAllâh Uhlala Ekujongile oko bakwenzayo.

109. Ke kaloku nina ningabo babathethelelayo kubomi beli hlabathi, kazi ngubani na oza kuba ngummeli wabo ngoMhla wokuGqibela.

110. Nabani na owenza ukungcola okanye azone umphefumlo wakhe kodwa emva koko acele itarhu kuAllâh uya kumfumana uAllâh EnguMxoleli, uSozinceba.

111. Lowo uzuze isono usizuzele yena kuphela. Yena uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.

112. Ke lowo uzenzele isiphoso okanye isono, aze atyhole mntu wumbi ngaso ongenatyala, inene lowo uzithwalise umthwalo wokuxoka usesonweni ngokucacileyo.

Icandelo 17

113. Ukuba uBabalo neNceba ka-Allâh belungekho phezu kwakho (wena Muhammad) inene iqela elithile kubo ngelenze isigqibo sokukulahlekisa, kodwa (enyanisweni) abalahlekisi namnye umntu ngaphandle kokuzilahlekisa kwabona buqu, kwaye akukho ngozi banokuyenza kuwe. UAllâh Uthumele kuwe iNcwadi (i'Kur`ân nobulumko, Wakufundisa noko ube ungakwazi), ke ngoko lukhulu uBabalo luka-Allâh kuwe wena (Muhammad).

114. Akukho kulunga kuninzi lweencoko abazenza ekhusini ngaphandle kwalowo uyalela ukunikezelwa kwamalizo okanye ukwenziwa kokulungileyo okanye uxolelwaniso phakathi koluntu; kwaye lowo wenza oku ngenxa yokufuna ukukholisa uAllâh, kungekudala Thina Siya kumnika umvuzo omkhulu.
115. Nabani na ophikisa, achase uMthunywa (uMuhammad) emva kokuba iNdlela elungileyo sele iveziwe kuye, aze alandele ndlela yimbi engeyiyo eyamakholwa, Siya kumgcina lowo kuloo ndlela azikhetheleyo, Size Simtshise esiHogweni, esinjani sona (ukuba sibi) isiphelo sohambo!

Icandelo 18

116. Inene uAllâh Akasixoleli (isono) sokwayamanisa amahlulelane kuYe, kodwa Uyamxolela lowo Athande ukumxolela izono ezingesiso eso, lowo wayamanisa amahlulelane kunqulo luka-Allâh, ulahleke wakude lee (eNdleleni ethe Tye).
117. Bona (bonke abo banqula ezinye izinto ezingenguYe uAllâh); abanquli nto yimbi ngaphandle kwezithixwazana ezingenguYe (uAllâh), kwaye abanquli nto yimbi ngaphandle koShaytân, owahlala engumgwiliki!
118. UAllâh Wamqalekisa (uShaytân) waza wathi uShaytân, "Mna ndiya kuzithabathela iqela elithile lezicaka zaKho.
119. Inene bona ndiya kubalahlekisa, yaye kananjalo ndiya kubaphembelela iinkanuko zobuxoki; ndibayalele ukuba bacazulule iindlebe zezilwanyana (iinkomo, iigusha nezinye), kananjalo mna ndiya kubayalela ukuba bayitshintshe indalo eyadalwa nguAllâh." Ke kaloku lowo uzithabathela uShaytân ukuba abe ngumncedi wakhe endaweni ka-Allâh, lowo inene uselahlekweni ecace gca.
120. Yena (uShaytân) wenza izithembiso kubo, aze abavuselele iinkanuko zobuxoki, kanti izithembiso zikaShaytân azinto yanto ngaphandle kokuba yinkohliso.

121. Ikhaya labo banjalo sisiHogo, kwaye abayi kufumana neyiphi na indlela yokuphuncula kuso.
122. Kodwa abo bakholwayo, benze izenzo ezilungileyo, Thina Siya kubangenisa eMiyezweni ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo, baze bahlale apho ngonaphakade. Isithembiso sika-Allâh siyinyaniso. Kanti ngakabani na amazwi ayinyaniso ukugqitha aka-Allâh?
123. Akuyi kwenzeka ngokwentando yenu (neminqweno) yenu nina (maMuslim), ndawonye nabo bangaBantu beNcwadi nabani na lowo wenza ukungcola, uya kufumana imbuyekezo yako, yaye akayi kufumana mkhuseli namncedi ngaphandle koAllâh.
124. Ukanti lowo wenza izenzo ezilungilyo, oyindoda okanye ongowasetyhini, olikholwa lokwenene, abanjalo baza kungena ePaladesi, kwaye akuyi kubakho nengakanani na intswela bulungisa eya kwenziwa kubo nditsho nengangesuntswana elikumva wepete yedatilisi.
125 Ngubani ongcono enkolweni ngaphezulu kwalowo uzinikele ubuso bakhe kuAllâh, abe yi'Muhsin'[18] elandela inkolo kaIbrâhîm umHanîfa[19] kananjalo uAllâh Wamthabatha uIbrâhîm Wamenza umhlobo waKhe!
126 Kananjalo kokuka-Allâh (konke) okusemazulwini nasemhlabeni yaye UAllâh Usoloko Ezirhangqele zonke izinto.

Icandelo 19

127 Bakubuza ngomyalelo ongumthetho omayela nabasetyhini, yithi, "UAllâh Uyaniyalela ngabo, nangoko kucengcelezwa kuni kuseNcwadini kuphathelene neenkedama eziziintombi eningazinikiyo isahlulo esisemthethweni sazo nibe kwanina

18 I*Muhsin* (4:125) ngumntu okhonza uAllâh ade abe ngathi uyaMbona kungenjalo ahlale ezazi yena ukuba uyabonwa nguAllâh.
19 UmHanîfa (4:125) ngumntu ongayikhonziyo enye into engengoAllâh.

ninqwenela ukuzitshata, ke kaloku ngokuphathelene nabantwana ababuthathaka abacinezelekileyo nize nina nime niqine nimele ukwenziwa kobulungisa kwiinkedama kanti nabuphi na ubulungisa enibenzayo, uAllâh Uya kusoloko Enolwazi ngabo.

128 Ukuba ngaba umfazi woyikisela inkohlakalo okanye ukushiywa yindoda, akuyi kubakho sono kubo ukuba benza izivumelwano zoxolo phakathi kwabo; yaye ukwenza uxolo yiyona nto ilungileyo, intonayo iintliziyo zabantu zikhukuliseka nokunyoluka, kodwa ke ukuba nenza ubulungisa nizikhwebule ekungcoleni, inene, uAllâh Ukwazi kakuhle oko nikwenzayo.

129 Anisokuze nikwazi ukwenza ubulungisa obufezekileyo kubafazi benu enokuba ningada ninqwenele ukwenza oko ngenzondelelo engakanani na, ke musani ukutyekela kakhulu ngakomnye kubo (nibayeke abanye bengahoyekanga) kanti ke ukuba nenza ubulungisa, nenze konke okulungileyo, noyike uAllâh ngokuzigcina kude kwizinto ezigwenxa, uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

130 Ukuba bayahlukana (ngoqhawulo mtshato), uAllâh uya kubonelela umntu ngamnye ngendyebo evela kubuBele baKhe. UAllâh nguMboneleli Owaneleyo ukunika indalo yaKhe iimfuno zayo, nguSobulumko.

131 Kananjalo (konke) okusemazulwini nasemhlabeni kokuka-Allâh.Yaye Sacebisa aBantu beNcwadi ngaphambili kunani, nakuni maMuslim (Sithi): yoyikani uAllâh, nigcine uxanduva lwenu kuYe, kodwa ukuba anikholwa, (kwazini okokuba) okusemazulwini nasemhlabeni kokuka-Allâh, kwaye uAllâh Wahlala esisiTyebi, Ufanelwe ziindumiso zonke.

132 Kananjalo kokuka-Allâh (konke) okusemazulwini nasemhlabeni. Yaye uAllâh Wanele eYedwa ukuba Abe nguMkhuseli.

133 Ukuba Uyathanda, Usenokuniguzula, nina bantu! Aphinde Avelise abanye. UAllâh Unamandla ngaphezulu kweento zonke.

134 Lowo unqwenela (ukufumana) umvuzo wakhe kubomi beli hlabathi; ke kaloku umvuzo wobomi beli hlabathi nowoBomi oBuzayo ukuAllâh (Yedwa). Kananjalo uAllâh nguSokuva, uSokubona.

Icandelo 20

135 Hini na nina bakholwayo! Yimani nomelele, niqinele ubulungisa nibe ngamangqina ka-Allâh, enokuba oko kuya kuba kuchasene na nani buqu, okanye abazali benu, okanye izizalwana zenu, enokuba ngabazizityebi na okanye abangamahlwempu. UAllâh nguYena Mkhuseli Ulungileyo kubo (kunani). Ningalandeli iminqweno yenu ke kuba hleze niphambuke ekwenzeni ubulungisa; ke kaloku ukuba nithe nabugqwetha ubungqina okanye nala ukubunika, inene, uAllâh Ukwazi kakuhle oko nikwenzayo.

136 Hini na nina bakholwayo! Kholwani kuAllâh, noMthunywa waKhe (uMuhammad), nakwisiBhalo (i'Kur'ân) Asityhile kuMthunywa waKhe, nakwisiBhalo Asityhile kwabo bangaphambili (kunaye). Nabani na lowo ungakholwayo kuAllâh, kwiingelosi zaKhe, kwiziBhalo zaKhe, kubaProfeti baKhe, nakwiMini yokuGqibela, onjalo ulahleke wakude lee (eNdleleni eNgqalileyo).

137 Inene abo bakholwayo, baphinde bangakholwa, baphinde bakholwe, baphinde bangakholwa baze baphinde baye besongezeleleka ukungakholwa; uAllâh Akayi kubaxolela, Engayi kubakhokelela nokubakhokelela (eNdleleni ethe Tye).

138 Nika iindaba 'zovuyo' kubahanahanisi zokuba okwabo iya kuba sisohlwayo esingcungcuthekisayo.

139 Abo bathabatha abangakholwayo babenze abahlobo babo endaweni yabakholwayo, ingaba bafuna intlonipheko, ulawulo okanye ukuzukiswa ngabo? Inene lonke uzuko, intlonipheko, namandla ngaka-Allâh.

140 Kananjalo sele kutyhiliwe kuwe esiBhalweni (i'Kur'ân) okokuba xa usiva iiVesi zika-Allâh ziphikwa, zigculelwa wena musa ukuchopha nabo (benza loo nto) de bancokole ncoko yimbi kunaleyo. (Kodwa ukuba ubunokuhlala nabo) inene ubuza kuba ngomnye wabo banjengabo. UAllâh Uza kubadibanisa ndawonye abahanahanisi nabangakholwayo esiHogweni bonke.

141 Abo (bahanahanisi) benu balindela, babukele nina; xa nizuze uloyiso oluvela kuAllâh, bathi, "Besingekho kunye nani na?" kodwa bathi ukuba abangakholwayo baye bazuza impumelelo, bathi (kubo), "Ayisithi na abaye baba nobunkcubabuchopho kunani, asinikhuselanga ke kumakholwa?" UAllâh Uza kugweba phakathi kwenu (nonke) ngoMhla woVuko. Engasokuze uAllâh Anike abangakholwayo indlela yokuba noloyiso phezu kwamakholwa.

Icandelo 21

142 Inene abahanahanisi banga bangakhohlisa uAllâh, kodwa (isuke) ibe nguYe Okhohlisa bona. Naxa bephakamela ukwenza i*Salâh* bema ngokunqena besenzela ukubonisa abantu, yaye bona abamkhumbuli uAllâh, ngaphandle (njee) kokukancinane.

143 Bayahexa-hexa phakathi koku nokuyaa; bathi bengapha babe bengaphaya, ke lowo uAllâh Amyekele ekulahlekeni, akuyi kumfumanela iNdlela ethe Tye.

144 Hini na nina bakholwayo! Musani ukuthabatha abangakholwayo nibenze abahlobo benu endaweni

yabakholwayo. Ingaba nifuna ukunika uAllâh ubungqina obucacileyo ngokuchasene nani kusini na?

145 Inene abahanahanisi baya kuba ngabona bangaphantsi eMlilweni, yaye bona akuyi kubafumanela mncedi.

146 Ngaphandle kwabo baguqukayo (ebuhanahanisini), benze ubulungisa, babambelele (nkqi) kuAllâh, bahlambulule inkolo yabo ngenxa ka-Allâh, abo ke baya kuba kunye namakholwa. Kananjalo uAllâh Uza kupha amakholwa umvuzo omkhulu.

147 Uza kunohlwayela ntoni uAllâh ukuba niyawenza umbulelo kuYe nikholwa nokukholwa kuYe. UAllâh nguSokubulela, uSolwazi.

Isiqendu 6

148 UAllâh Akathandi ukuba okungcolileyo kuthethwe esidlangalaleni ngaphandle kokuba (kuthethwa) ngulowo woniweyo. UAllâh nguSokuva, uSolwazi.

149 Enokuba nina (bantu) nikuveza elubala na okulungileyo (enikwenzelweyo) okanye nikufihle, okanye nixolele okungalunganga (okwenziwe kuni) Inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba, nguSomandla.

150 Inene abo bangakholwayo kuAllâh nakubaThunywa baKhe, banqwenele ukwenza umahluko phakathi koAllâh nabaThunywa baKhe (ngokukholwa kuAllâh kodwa bangakholwa kubaThunywa baKhe), besithi, "Siyakholwa kwabanye kodwa asikholwa kwabanye", bafune ukuthabatha indlela ephakathi.

151 Inene bona bangabangakholwayo. Yaye abangakholwayo sibalungiselele isohlwayo esiluhlazo.

152 Ke kaloku abo bakholwa kuAllâh nakubaThunywa baKhe bangenzi mahluko phakathi kwakhe nawuphi na kubo, siya kubanika imivuzo yabo; uAllâh nguMxoleli Ohlala Enenceba.

Icandelo 22

153 Abantu beNcwadi bakucela ukuba wenze incwadi ihle ize kubo isuka ezulwini. Inene bona bacela uMûsâ ukuba

enze izinto ezinkulu nangaphezulu kunaleyo, xa bathi kuye, "Khawusibonise uAllâh ekuhleni", kodwa babethwa ngeendudumo zezulu nokubaneka ngenxa yokungcola kwabo. Bakhonza nethole emva kokuba imiqondiso ecacileyo ifikile kubo, kanti nangoko Sabaxolela. Sanika uMûsâ igunya elicacileyo (lolawulo).

154 Saphakamisa intaba phezu kwabo mayela nomnqophiso wabo Sathi kubo, "Ngenani elusangweni niqubude (ngokuzithobileyo"). Kananjalo Sathi kubo, "Ningalwenzi ugabadelo ngeSabatha. (lowo ke) ngumnqophiso ogqingqwa eSawuthabatha kubo.

155 Ngenxa yokwaphula kwabo umnqophiso wabo nangenxa yokungazamkeli kwabo iiVesi zika-Allâh, nangenxa yokubulala kwabo abaProfeti ngokungekho lungelweni, nangenxa yokuthi, "Iintliziyo zethu ziqanyangelwe". Nakanye, uAllâh Ufake itywina ezintliziyweni zabo ngenxa yokungakholwa kwabo, ke kaloku abakholwa bona ngaphandle (njee) kwabambalwa.

156 Ngenxa yokungakholwa kwabo nokuthetha izityholo ezimasikizi ngoMaryam.

157 Ngokokutsho kwabo (bathi), "Simbulele uMesiya u'Îsâ (uYesu), unyana kaMaryam, uMthunywa ka-Allâh, kodwa abazanga bambulale, bengazanga bambethelela nasemnqamlezweni. Koko kwenziwa kwabonakala njalo kubo. Ke abo bakuphikisayo oku (bazele) ziintandabuzo, abalandeli nto yimbi ngaphandle koqash-qash, kuba ngenene abazanga bambulale.

158 Kodwa yena uAllâh Wamnyusela kuYe. Yaye uAllâh nguSomandla, uSobulumko.

159 Kwaye akukho namnye kuBantu beNcwadi ongayi kunyanzeleka ukuba akholwe kuye (u'Îsâ) phambi kokufa kwakhe. Kananjalo ngoMhla woVuko yena uya kuba lingqina ngokuchasene nabo (aBantu beNcwadi).

160 Ngenxa yezenzo ezigwenxa zamaYuda, Senza izidlo ezithile ukuba zibe yinqambi kuwo ezazikade zivumelekile zilungile kuwo nangenxa yokuthintela abanye ukuba (bangangeni) eNdleleni ka-Allâh.

161 Nangenxa yokuba bathabatha i*Ribâ*, (*Ribâ)* leyo babengavunyelwanga ukuba bayityе nokuba bangatyi iingqwebo zabanye abantu ngobugwenxa (ngokunyobisa). Ke kaloku abangakholwayo Sibalungiselele isohlwayo esibuhlungu.

162 Kodwa ke abo phakathi kwabo bazinzileyo elwazini, namakholwa akholwa koko kuthunyelwe kuwe (Muhammad) nakoko kwathunyelwa ngaphambili kunawe; nabo benza i*Salâh*, banikele nge*Zakâh*, bakholwe nakuAllâh nakwiMini yokuGqibela, ngabo eSiya kubanika umvuzo omkhulu.

Icandelo 23

163 Inene, Sathumela isiTyhilelo kuwe (Muhammad) njengoko Sathumela iSityhilelo kuNûh nabaProfeti abeza emva kwakhe; kananjalo Sathumela isiTyhilelo kuIbrâhîm, uIsmâ'îl, uIshâ'k, uYa'kûb nakwizizwe, ku'Îsâ, uAyyûb, uYûnus noHârûn uSulaymân, kanti uDâwûd Samnika i*Zabûr*[20] (IiNdumiso).

164 NabaProfeti eSibakhankanyileyo kuwe ngaphambili, nabaProfeti esingabakhankanyanga kuwe, kanti uMûsâ uAllâh Wathetha naye ngqo.

165 AbaThunywa bona bangabaphathi beendaba ezivuyisayo bakwangabalumkisi khon'ukuze abantu bangakwazi ukuzithethelela ngokuchasene noAllâh emva (kokuba babenikwe) abaThunywa. Yaye uAllâh nguSomandla, uSobulumko.

20 INcwadi ye*Zabûr* (4:163) sithi yeyeeNdumiso kodwa asixeli le iseBhayibhileni kuba yona seyatshintshwa, ayiseyiyo leya yayityhilwe kuDavide

166 UAllâh Unika ubungqina boko Akuthumele kuwe (Muhammad) (oko) Ukuthumele (kuwe) ngolwazi lwaKhe, neengelosi ziyangqina. UAllâh UliNgqina ngokwaneleyo.

167 Inene, abo bangakholwayo, baze bathintele (abantu bangangeni) eNdleleni ka-Allâh balahleke bakude lee (eNdleleni ethe Tye).

168 Inene, abo bangakholwayo benza ubugwenxa, abayi kuxolelwa nguAllâh, Engayi kubakhokelela nakwiyiphi na iNdlela (elungileyo).

169 Ngaphandle kwendlela eya esiHogweni, bahlale apho ngonaphakade; kwaye oku kulula kuAllâh (ukuba Akwenze).

170 Hini na bantu! UMthunywa ufikile kuni esiza nenyaniso evela eNkosini yenu. Ke kaloku kholwani kuye, konilungela oko, kodwa ukuba anikholwa (kuye), Inene (konke) okusemazulwini nasemhlabeni kokuka-Allâh. Kananjalo uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.

171 Hini na Bantu beNcwadi! Musani ukutsiba imida enkolweni yenu, ningathethi nto ngoAllâh ngaphandle kweyinyaniso. UMesiya u'Îsâ, unyana kaMaryam wayengeyonto yimbi ngaphandle kokuba nguMthunywa ka-Allâh nelizwi laKhe Awababala ngalo uMaryam noMoya (oyiNgcwele) ovela kuYe; ke ngoko kholwani kuAllâh nakubaThunywa baKhe. Musani ukuthi, "Bathathu (ubathathu emnye)! Yiyekeni loo nto, kolunga kuni oko, kuba uAllâh nguThixo Omnye, uzuko lonke malube kuYe, Yena Uphakamile, (Ukude lee) ukuba abe nonyana. Yena kokwaKhe (konke) okusemazulwini nokusemhlabeni. UAllâh UnguMlondolozi Owaneleyo.

Icandelo 24

172 UMesiya akasokuze ale ukuba abe sisiCaka sika-Allâh, kanti neengelosi ezizezona zisondele kakhulu (kuAllâh). Ke kaloku

lowo walayo ukuMnqula Yena (uAllâh) aze akhukhumale, abo banjalo Uza kubaqokelela (Abaqundanisele) kuYe.

173 Ke kwabo bakholwayo benze imisebenzi elungileyo, Yena Uya kubanika umvuzo wabo oyimfanelo yabo (Abanike) ngakumbi okuvela kwiziBeleza Khe. Kebona abo bangafuniyo ukuMnqula Yena, bekhukhumele nokukhukhumala Uza kubohlwaya ngesona sohlwayo sakha sabuhlungu yaye abayi kufumana bani ngaphandle koAllâh oya kuba ngumkhuseli bengazi kuba naye namncedi.

174 Hini na bantu! Inene ubungqina obuluqilima bufikile kuni buvela eNkosini yenu Yaye Sinithumelele ukukhanya okucacileyo (i'Kur'ân).

175 Ke bona abo bakholwayo kuAllâh, baze babambelele (nkqi) kuYe, Uya kubangenisa eNcebeni naseluBabalweni lwaKhe, Abakhokelele kuYe ngeNdlela ethe Tye.

176 Bayakubuza wena ngomyalelo ongumthetho. Yithi wena, "Ngokuka-Allâh, mayela nee-*Al-kalâlah*[21], ukuba kubhubhe indoda ingenamntwana, ishiya ngasemva udade wayo, (udade wayo lowo) uya kufumana isiqingatha selifa elo (layo). Ukuba umfi lowo ibingumntu wasetyhini ongashiyi mntwana, umnakwabo uya kulithabatha ilifa elo lakhe. Ukuba (ushiya) oodade wabo ababini, baya kufumana izahlulo zesithathu ezibini zelifa elo, ukuba ushiya abanakwabo noodade wabo, oyindoda uya kufumana isabelo esisiphinda kabini esalowo ungowasetyhini. Wenza njalo ke uAllâh ukunicacisela (uMthetho waKhe) ukuze ningaphambuki. UAllâh nguMazi weento zonke.

21 Ii-*Alkalâlah* (4:176) ngabantu abangashiyanga zindlalifa ukusweleka kwabo. Ngamanye amazwi abanabazali bengenabo nabantwana na kakade.

ISahluko 5
AL-MÂ-IDAH (ITAFILE EDEKIWEYO) 5

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Hini na nina bakholwayo! Fezekisani amaxanduva enu. Okuvumelekileyo kuni (ukuba nikutye) zizo zonke izilwanyana eziyimfuyo ngaphandle kwezo ziza kubuya zichazwe kuni (apha), iinyamakazi zona azivumelekanga kuni kuphela xa sele nambethe i-*Ihrâm* (ye*Hajji* okanye i'*Umrah*). Inene uAllâh Uyalela oko Akuthandileyo.
2. Hini na nina bakholwayo! Musani ukunyasha[1] ubungcwele bemiqondiso ka-Allâh, nobo beeNyanga eziNgcwele nobo bezilwanyana eziziselwe ukunikelwa, nobo babantu abafakwe izidanga[2] okanye izilwanyana nezinye izinto, nobo babantu abeze kwiNdlu eNgcwele, beze kufuna iziBele nothando lweNkosi yabo. Kodwa ke nakugqiba i-*Ihrâm* (ye*Hajji* ne'*Umrah*), ningazizingela (ke ngoku) kodwa ningenzi inzondo yabantu abathile abanithintelayo ukuba ningangeni eMasjid *Al-Harâm* inikhokelele kugabadelo. Ncedisanani nina ngobulungisa nasekumoyikeni uAllâh; kodwa ningancedisani esonweni naselugabadelweni. Yoyikani uAllâh. Inene, uAllâh Wohlwaya kabuhlungu.
3. Okungavumelekanga (ukuba kube kukutya) kuni yinyama yento ezifeleyo, igazi (ububende), inyama yehagu, nenyama

1 Ukunyasha (5:2) kukuhlambela, ukungahloniphi, ukunyelisa okanye ukutsiba imiqathango ebekiweyo nguAllâh.

2 Abantu abafakwa izidanga ngexesha lokutyhilwa kwe'Kur'ân (5:2) ngabantu ababenxitywa amakhubalo ezintanyeni zabo ayenziwe ngamaxolo axotyulwe eziqwini zemithi yaseMakkah kusenzelwa ukuba babonwe bangahlaselwa, nezilwanyana zaziye zifakwe ezo zidanga ukwenzela ukuba zohlulwe kwezinye eziza kwenziwa amadini.

yesilwanyana esithe xa sixhelwa kwabizwa gama (limbi) elingelilo elika-Allâh, nenyama yento ebulewe ngokukrwitshwa okanye ebethiweyo neyoyeleyo okanye yawa ngentloko, nehlatyiweyo naleyo ityiwe ngamarhamncwa asendle (kwashiyeka inxalenye yayo) ngaphandle kokuba niye naba nako ukuyixhela (ingekade izifele) naleyo ixhelelwe ukwenziwa idini elibekwa kwizibingelelo nokuvumisa ngeentolo[3]; konke oko zizenzo ezikukungcola. Namhlanje abo bangakholwayo bancamile, baphelelwa lilo lonke ithemba (ngokuchasene nenkolo yenu). Musani ukunkwantyiswa ngabo ke nina koko yoyikani Mna. Namhlanje, Ndinifezekisele inkolo yenu, Ndalugqibelelisa uBabalo lwaM kuni, Ndanikhethela i-Islam ukuba ibe yinkolo yenu. Ke kaloku lowo uye wanyanzeliswa yindlala emandla, ingekuko ukuba utyekela ngasesonweni (angazitya ezi nyama ziyinqambi zikhankanywe ngentla apha), inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

4. Bayakubuza wena ukuba yintoni na evumelekileyo kubo (ukuba ibe kukutya): Yithi, "Okuvumelekileyo kuni, zizinto ezilungileyo (ezihlambulukileyo), ezivunyelweyo nguAllâh (ukuba zibe kukutya kuni). {Ukutya uAllâh Akwenze kwavumeleka kuni; [ziinyama zezilwanyana ezityiwayo, iimveliso zobisi, amanqatha (amafutha), imifuno, neziqhamo]} Ke zona izilwanyana neentaka ezidla amaxhayelo eniziqeqeshele ukuzingela, naziqeqesha nazifundisa (ukubamba iinyamakazi) ngendlela Aniyalele ngayo uAllâh; kudleni oko zinibambele kona, nibize igama lika-Allâh phezu kwako. Inene uAllâh Uyakhawuleza ukufaka embuzweni.

3 Ukuvumisa ngeentolo (5:3) yayiyindlela yokuvumisa yamagqirha nezanuse zakudala. Nangona uAllâh Ekhankanya olu hlobo lokuvumisa lodwa; oko akuthethi ukuthi ezinye iintlobo zokuvumisa zamkelekile, i-Islam ayizivumeli zonke iintlobo zokuvumisa nobugqirha, ubusiyazi, ubungoma, nokuhlahluba enokuba oko kwenziwa ngaluphi na uhlobo yaye oko kuthetha ukuthi amaMuslim akavumelekanga ukuba aye kumagqirha ukuba aye kuvunyiselwa okanye ahlahlutywe ngawo.

5. Okwenziwe kwavumeleka kuni namhlanje kokulungileyo. Ukutya kwaBantu beNcwadi[4] kuvumelekile kuni kanti nokwenu kuvumelekile kubo. (Okuvumelekele umtshato kuni) ngabasetyhini abanyulu kumakholwakazi (amaMuslimkazi) nabanyulu kwabo babenikwe isiBhalo ngaphambili kunani (amaYuda namaKhristu) enibanike i*mahr* yabo, ninqwenela ubunyulu ningafuni kwenza lukrexezo ningafuni kubenza (amankazana). Lowo ungalwamkeliyo ukholo izenzo zakhe aziyi kuba naziqhamo, yaye kuBomi oBuzayo uya kuba ngomnye wabalahlekelwa.

Icandelo 2

6. Hini na nina bakholwayo! Xa niza kwenza i*Salâh*, hlambani ubuso benu nezandla niye kuma ngeengqiniba, nosule iintloko nihlambe iinyawo zenu niye kuma ngamaqatha. Ukuba nikwimeko ye*janâbah*[5], zihlambululeni (kuloo meko ngokuhlamba umzimba wonke). Kodwa ukuba niyagula okanye niseluhambeni, okanye umntu usuka kuzikhulula kwindlu yangasese, okanye benidibene (ngesondo) nabasetyhini nize ningafumani manzi, ke kaloku yenzani i*Tayammum* ngomhlaba ococekileyo, nihlikihle ngawo ebusweni nasezandleni zenu. UAllâh Akanqweneli kunibeka bunzimeni kodwa Ufuna ukunihlambulula nokufezekisa uBabalo lwaKhe kuni ukuze nibe nombulelo.
7. Khumbulani kananjalo uBabalo luka-Allâh kuni noMnqophiso waKhe Awanibopha ngawo xa nathi nina “Siyeva, sithobele”.

4 Ukutya kwaBantu beNcwadi (5:5) kukutya kwabantu abangamaYuda ngokwenkolo namaKhristu.

5 I*janâbah* (5:6) kukungcola okubangelwa kukudibana ngesondo enokuba oyindoda uye wakhupha imbewu na okanye hayi, ngokunjalo nowasetyhini. Nomntu othe elele wafumana iphupha elimanzisayo, lo mntu lowo ukwimeko ye*janâbah* ke ngoko makahlambe umzimba wakhe wonke ngokwendlela yenkolo yeIslam.

Noyike uAllâh kananjalo. Inene uAllâh nguSolwazi woko (kusemfihlakalweni) yezifuba zenu.

8. Hini na nina bakholwayo! Phakamani niqine, nimele uAllâh njengamangqina anobulungisa, ningenzi ubutshaba nenzondo eninayo ngabanye inikhuphe ekwenzeni ubulungisa. Yenzani ubulungisa. Oko kusondele ebunyulwini, nimoyike uAllâh. Inene, uAllâh Ukwazi kakuhle oko nikwenzayo.
9. UAllâh Ubathembisile abo bakholwayo benza izenzo ezilungileyo okokuba okwabo iya kuba luxolelo lwezono nomvuzo omkhulu.
10. Abo bangakholwayo, baphika iiVesi zeThu ngabo kanye abaya kuba ngabahlali baseMlilweni wesiHogo.
11. Hini na nina bakholwayo! Khumbulani uBabalo luka-Allâh kuni xa abantu abathile babefuna ukolula izandla[6] zabo ngokuchasene nani, kodwa Wazibamba yena ukuba zingafikeleli kuni. Moyikeni ke ngoko uAllâh kananjalo nguAllâh amakathembele ngaYe amakholwa.

Icandelo 3

12. Inen uAllâ Wathabath uMnqophis kuBantwana bakwaSirayeli, kananjalo Sanyula iinkokeli ezilishumi elinambini phakathi kwabo. Wathi uAllâh, “Mna Ndiya kuba kunye nani ukuba niyazenza ii*Salâh*, ninikele nge*Zakâh* nikholw kananjal kubaThunyw baM, nibahloniphe nibancedise, niboleke uAllâh imboleko elungileyo, inene, Mna Ndiya kuzicamagushela izono zenu, Ndiningenise eMiyezweni ekumpompoza imilambo phantsi kwayo. Kodwa ke ukuba ubani apha kuni uye walulahla ukholo emva kwako (konke) oku, inene lowo uya kuba uphambukile eNdleleni ethe Tye.
13. Ke kaloku ngenxa yokwaphula kwabo uMnqophiso, Sabaqalekisa, Senza neentliziyo zabo zaqaqadeka. Baguqula

6 Ukolula izandla (5:11) kuthetha ukubetha, babefuna ukubetha.

amazwi endaweni yawo (yemfanelo) batyeshela isahlulo esikhulu soMyalezo owawuthunyelwe kubo. Kananjalo awungekhe upheze ukubhaqa inkohliso kubo, ngaphandle kwabambalwa kubo. Kodwa xolela, unge ngathi akuboni. Inene uAllâh Uyabathanda abenzi bokulungileyo.

14. Nakwabo bazibiza ngokuba bangamaKhristu, Sathabatha uMnqophiso kubo kodwa sele betyeshele isahlulo esikhulu soMyalezo owawuthunyelwe kubo. Ke kaloku Sahlwayela ubutshaba nenzondwano phakathi kwabo, kude kube yiMini yoVuko, kwaye uAllâh Uza kubazisa abakwenzayo.
15. Hini na nina Bantu beNcwadi! Ngoku ufikile uMthunywa weThu kuni (uMuhammad) enicacisela okuninzi enanikufihla esiBhalweni nikuqakatha ngamandla. Inene ukukhanya kufikile kuni kuvela kuAllâh neNcwadi ecacileyo (i'Kur'ân).
16. UAllâh Ukhokela ngayo bonke abakwiNtando yaKhe, abalandela iindlela zoxolo, Aze kananjalo Abakhuphe ebumnyameni ngeNtando yaKhe, Abakhokelele ekukhanyeni nakwiNdlela ethe Tye.
17. Inene, abangakholwanga ngabo bathi uAllâh nguMesiya, unyana kaMaryam. Yithi wena (Muhammad), "Ngubani na ngoko onentwana yamandla okuchasana noAllâh ukuba Ebenokusuka amtshabalalise uMesiya, unyana kaMaryam, nomama wakhe, nabo bonke abo basemhlabeni? Yaye loluka-Allâh ulongamelo lwamazulu nomhlaba nako konke okuphakathi kwawo. Udala oko Athande ukukudala kwaye uAllâh Unamandla ngaphezu kwezinto zonke.
18. AmaYuda namaKhristu athi, "Thina singabantwana baka-Allâh neentandane zaKhe". Yithi, "Utheni kaloku Enohlwaya nje ngezono zenu?" Nakanye! Nina ningabantu abangababanye babo Wabadalayo, Yena Uxolela lowo Athande ukumxolela, Ohlwaye lowo Athande ukumohlwaya yaye loluka-Allâh ulongamelo lwamazulu nomhlaba nako konke okuphakhathi kwawo, kananjalo ziza kubuyela kuYe (zonke izinto).

19. Hini na nina Bantu beNcwadi! Ngoku uMthunywa weThu (uMuhammad) ufikile kuni, enicacisela izinto emva kokunqamka (kothotho lwabaProfeti) kuba hleze nithi, “Akuzanga khe kufike mvakalisi wandaba zilungileyo kungazanga kwabakho mlumkisi kuthi”. Kodwa ngoku ufikile umvakalisi weendaba ezilungileyo noMlumkisi. Kananjalo uAllâh Unamandla ngaphezulu kweento zonke.
20. Yabonani uMûsâ wathi kubantu bakubo, “Hini na bantu bakuthi! Khumbulani uBabalo luka-Allâh kuni xa Wenza abanye benu baba ngabaProfeti, Wanenza naziikumkani Waninika (nezinye izinto) Angazanga Wazinika nabani na ephakadeni ngaphambili.

Icandelo 4

21. Hini na bantu bakuthi! Ngenani elizweni elingcwele (ePalestina) Aninike lona uAllâh ningabuyi ngamva (ekulweni); kuba nakuzifumana ningabalahlekelwa”.
22. Bathi bona, “Hini na Mûsâ! Kulo (eli lizwe) kukho iingxilimbela zamadoda, kwaye asinakuba nako ukungena kulo de baphume kulo; besakuphuma kulo, siya kungena ke thina”.
23. Amadoda amabini kulawo amoyikayo uAllâh nangawona uAllâh Wathoba uBabalo lwaKhe phezu kwawo, athi, “Bahlaseleni esangweni, kuba nisakungena ngaphakathi, uloyiso luya kuba lolwenu, kananjalo bekani ithemba lenu kuAllâh ukuba niyakholwa ngokwenene.”
24. Bathi bona, “Hini na Mûsâ! Asingekhe singene kulo ukuba basephaya. Ke ngoko hamba wena neNkosi yakho nilwe (nabo) nobabini, thina siza kuchopha apha”.
25. Wathi yena (uMûsâ), “O Nkosi yam, mna ndinegunya phezu kwesiqu sam nomntakwethu kuphela, sahlule thina ngoko kubantu abazizingcoli.”

26. Wathi uAllâh, “Lona (eli lilizwe elingcwele) aliyi kuvumeleka kubo iminyaka engamashumi amane; baya kudutywa- dutywa ngokulahleka bebhadula elizweni, ngoko ke musa ukuzihlupha ngabantu abazizingcoli.”
27. Ke kaloku wena (Muhammad) bacengcelezele ibali eliyinyani loonyana ababini baka-Adam, Ngamnye kubo wanikela idini (kuAllâh), lamkelwa elomnye kodwa elomnye alamkelwa. Waza lo lingamkelwanga elakhe wathi kulo lamkelweyo elakhe, “Mna, inene ndiya kukubulala.” Wathi omnye, “Inene uAllâh wamkela kuphela kwabo bamoyikayo Yena”.
28. “Ukuba uthe wasolula isandla sakho ngakum wandibulala, mna andiyi kusolula esam isandla ngokuchasene nawe ndikubulale, kuba ndoyika uAllâh, iNkosi yamaphakade.

Icandelo 5

29. Inene, Mna ndiza kukuyeka uthabathe isono sam[7] sibe kuwe ndawonye nezo zakho, ukuze wena ube ngomnye wabahlali baseMlilweni; ke kaloku leyo yimbuyekezo yabenzi bobubi.”
30. Ke kaloku iinkanuko zomnye lo zamkhuthaza, wabona kulungile kuye ukuba ambulale umntakwabo, wambulala ke waza wangomnye wabalahlekelwa.
31. Ke kaloku uAllâh Wathumela unomyayi, owafika waqhwanda emhlabeni ukumbonisa ukuba makawungcwabe kanjani na umzimba wesidumbu somntakwabo. Waza yena (umbulali) wathi, “Yeha kum! Andibanga nako nokufana naye nalo nomyayi, ndifihle isidumbu somntakwethu!” (Waqala) waba ngomnye wabo bazisolayo.
32. Ngenxa yoko Sayalela kuBantwana bakwaSirayeli ukuba; xa ubani ethe wabulala umntu kungengampindezelo yakubulala, (koko) ikukwandisa ubutshinga ezweni kuya kufana nokuba ubulele abantu bonke, kanti ukuba umntu uthe wasindisa

7 Isono sokubulala mna siya kudityaniswa nezinye zakho (5:29).

ubomi (bomntu omnye) kuya kufana nokuba usindise ubomi babantu bonke. Inene kwafika kubo (aBantwana bakwaSirayeli), abaThunywa beThu, benemiqondiso ecacileyo kodwa nasemva koko abaninzi kubo bathi gqolo ukugabadela, (batsiba imida) emhlabeni.

33. Imbuyekezo yabo baqhuba imfazwe ngokuchasene noAllâh noMthunywa waKhe, benze nobutshinga emhlabeni iya kuba kukuba babulawe okanye babethelelwe emnqamlezweni okanye izandla zabo neenyawo zabo zinqunyulwe, isandla selinye icala nonyawo lwelinye icala, kungenjalo bagxothwe kwelakowabo. Oko makube lihlazo labo kweli hlabathi, baze babe nentuthumbo kuBomi oBuzayo.
34. Ngaphandle kwabo babuya beguqukile bengekabikho phantsi kolawulo lwenu kwimeko enjalo, yazini okokuba uAllâh nguMxoleli uSozinceba.
35. Hini na nina bakholwayo! Yenzani inkonzo yenu kuAllâh nimoyike Yena. Kananjalo funani iindlela zokuzisondeza kuYe, nizabalaze eNdleleni yaKhe, ukuze nibe nempumelelo.
36. Inene abo bangakholwayo, enokuba bebenokufumana konke oko kusemhlabeni, nangaphezulu kunoko baze benze intlawulo yokuzikhulula esohlwayweni ngoMhla woVuko, ibingayi kwamkelwa kubo, yaye okwabo sisohlwayo esibuhlungu.

Icandelo 6

37. Baya kulangazelela ukuphuma eMlilweni, babe bengasokuze bakwazi ukuphuncula apho kuwo yaye okwabo iya kuba yintuthumbo yanaphakade.
38. Ke kaloku ngokubhekiselele kwisela eliyindoda nelingowasetyhini, banqumleni (emalungwini ezihlahla) zezandla (zokunene) oko kube yimbuyekezo yoko

bakwenzileyo, kube sisohlwayo esingumzekelo ovela kuAllâh. Kananjalo uAllâh nguSomandla, uSobulumko.

39. Kodwa lowo uguqukayo emva kolwaphulo mthetho lwakhe, enze izenzo zobulungisa (athobele uAllâh), Inene uAllâh Uya kumxolela (Ayamkele inguquko yakhe), inene uAllâh nguMxoleli uSozinceba.

40. Akwazi na wena ukuba loluka-Allâh (Yedwa) ulongamelo lwamazulu nomhlaba? Yena Wohlwaya lowo Athande (ukumohlwaya) Axolele lowo Athande (ukumxolela) yaye uAllâh Unamandla ngaphezu kweento zonke.

41. Hini na wena Mthunywa, musa ukukhathazeka ngabo bangxamela ukugaxeleka ekungakholweni, abo bathi, “Siyakholwa” ngemilomo yabo zibe iintliziyo zabo zingenalukholo. KumaYuda kukho abantu abaphulaphula ubuxoki ngentumakalo enkulu baphulaphule (abantu) abangabanye abangakhanga beze kuwe, bayawaguqula amazwi kwindawo yawo (yemfanelo), bathi, “Ukuba unikwa oku, kuthathe, kodwa ukuba akunikwanga oku, lumka ke ngoko! “Ukanti nabani na lowo uAllâh Athe Wathanda ukumfaka kwintshutshiso, akukho nto unokumenzela yona ngokuchasene noAllâh. Abo ngabo bantliziyo zabo uAllâh Angafuniyo ukuzihlambulula (ekungakholweni nakubuhanahanisi), Okwabo lihlazo kweli hlabathi, ze kuBomi oBuzayo ibe yintuthumbo enkulu.

42. (Bathanda) ukuphulaphula ubuxoki, baze badle nantoni na eyinqambi, ke xa besiza kuwe wena (Muhammad), (benembambano abanayo) wena ungagweba phakathi kwabo, kungenjalo uzikhwebule kubo. Ukuba unokuzikhwebula kubo, abangekhe bakwenze nento le. Ke kaloku ukuba uyagweba, gweba ngobulungisa phakathi kwabo. Inene uAllâh Uyabathanda abo benza ngobulungisa.

43. Kodwa benza njani ukuba beze kufuna isigqibo kuwe lo gama beneTorah enesigqibo esicacileyo sika-Allâh, Torah

leyo bayityeshelayo? Kuba kakade abangawo amakholwa (okwenene).

44. Inene Sayithumela iTorah (kuMûsâ), kuyo apho kwakukho isiKhokelo, nokhanyiselo lwabo abaProfeti ababezinikele phantsi kwentando ka-Allâh, (ukhanyiselo olo) babegwebela ngalo amaYuda, noorabhi nababingeleli (babegwebela amaYuda ngeTorah), bona babenikwe uxanduva lokukhusela iNcwadi ka-Allâh kwaye baba ngawo namangqina ayo. Ke ngoko musani ukoyika abantu koko yoyikani Mna. Kananjalo ningathengisi iiVesi zaM, nizithengisele ixabiso elincinane. Yaye abo bangagwebi ngoko uAllah Akutyhilileyo bona ngabangakholwayo.

45. Ke kaloku sayalela apho (eNcwadini iTorah), "Ubomi ngobomi, iliso ngeliso, impumlo ngempumlo, indlebe ngendlebe, izinyo, ngezinyo, namanxeba alinganayo ngamanxeba alingana nawo". Kodwa ukuba ubani uyaxolela aphephe impindezelo ngendlela yamalizo, oko kuya kuba lucamagushelo kuye. Ke Abo bangagwebi ngoko uAllâh Akutyhilileyo, abo ngabenzi bobubi.

Icandelo 7

46. Ezinyaweni zabo, Sathumela u'Îsâ, unyana kaMaryam, engqina iTorah eyayingaphambili kunaye, Saza yena Samnika i-*Injîl* ekwakukho isiKhokelo nokhanyiselo kuyo nesingqino seTorah eyayifike ngaphambili kunayo (i*Injîl*), isisiKhokelo nesilumkiso kwabamoyikayo uAllâh.

47. Abantu be*Injîl* mabagwebe ngoko uAllâh Akutyhilileyo kuyo. Ke kaloku abo bagweba ngaphandle koko uAllâh akutyhilileyo; abo ngabenzi bobubi.

48. Kananjalo Thina Sithumele iNcwadi kuwe (Muhammad) ngenyaniso, ingqina isiBhalo esafika phambi kwayo nengqina elithembekileyo kuyo. Ke ngoko gwebani phakathi kwabo

ngoko kutyhilwe nguAllâh, ningalandeli iminqweno yabo engento yanto niphambuke nimke enyanisweni esele ifikile kuni. Kumntu ngamnye kuni Simisele uMthetho neNdlela ecacileyo. Ukuba uAllâh Ebethanda, Ebenganenza nibe luhlanga olunye, kodwa ngenxa yokuba Ufuna ukunivavanya ngoko Waninika kona; ke ngoko khuphisanani ngezenzo ezilungileyo. (Kuba isiphelo senu nonke kukubuyela kuAllâh; Aze Anazise ngoko naniphikisana ngako.

49. Ke kaloku wena (Muhammad), gweba phakathi kwabo ngoko uAllâh Akutyhilileyo, ungalandeli iminqweno yabo engento yanto, kodwa ubalumkele bangakujiki bakuphambukise koko uAllâh Akuthumele kuwe. Ukuba bayakutshikilela, yazi ke ngoko ukuba intando ka-Allâh kukubohlwaya ngenxa yezono zabo ezithile. Yaye inene, uninzi lwabantu ngabenzi bobubi.
50. Ingaba basafuna ukugweba (ngendlela yemihla)[8] yokungazi? Kanti ngubani na ongcono ngokugweba kunoAllâh kubantu abazinzileyo elukholweni?
51. Hini na nina bakholwayo! Musani ukuthabatha amaYuda namaKhristu abe ngabahlobo benu, wona angabahlobo bomnye komnye kuwo. Kwaye ukuba ubani kuni uwathabatha (abe ngabahlobo), inene ungomnye wawo. Inene uAllâh Akabakhokeli abantu abangabagabadeli
52. Uyababona abo bantliziyo zabo zinesifo (sobuhanahanisi), bona baya bengxamile ukuzenza abahlobo bawo, besithi, “Siyoyika hleze sihlelwe lilishwa elithile”. Mhlawumbi uAllâh Uza kuzisa uloyiso okanye isigqibo ngokweNtando

8 Imihla yokungazi (5:50) ngesiArabhu yimihla ye*jâhiliyah*. Loo mihla lixesha elingaphambi kokutyhilwa kwe‘Kur’ân kuMprofethi ka-Allâh uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe. Akuvumelekanga ukuba umntu azijonge izinto ngendlela awayezijonga ngayo ngexesha waye ngekabi lilo iMuslim xa sele eliMuslim. Ukuthabatha izinyanya njengabakhuseli baKhe endaweni ka-Allâh okanye athi ziyancedisana naYe. Okanye athabathe amagqirha njengabantu ababoniswa izinto esingazaziyo thina bangengawo njl-njl.

yaKhe. Baze baqale bazisole ngoko bebesoloko bekugcine njengemfihlo ezifubeni zabo.

Icandelo 8

53. Ke bona abo bakholwayo baza kuthi, "Ingaba aba ngala madoda ayefunga izifungo ezimandla ngoAllâh esithi akunye nani (maMuslim)? Konke oko bakwenzayo[9] akunto yanto ngenxa (yobuhanahanisi babo), yaye bangabalahlekelwa.
54. Hini na nina bakholwayo! Nabani na kuni ojibilikayo ayilahle inkolo yakhe (i-Islam), uAllâh Uya kuveza abantu Aya kubathanda nabo baMthande; bathobeke kumakholwa, babe ngqwabalala kwabangakholwayo, balwe eNdleleni ka-Allâh, bangoyiki zigxeko zabagxeki. Olo luBabalo luka-Allâh Alunika nabani na Amthandileyo. Kwaye uAllâh Ugubungele konke, nguSolwazi.
55. Inene, uMkhuseli wenu nguAllâh, uMthunywa waKhe namakholwa, abo benza i*Salâh*, banikezele nge*Zakâh*, babe bengabo baqubudayo[10].
56. Nabani na lowo uthabatha uAllâh, uMthunywa waKhe, nabo bakholwayo, ukuba babe ngabakhuseli (bakhe), inene, iqela lika-Allâh lilo eliza kuba noloyiso.
57. Hini na nina bakholwayo! Musani ukubathabatha nibenze abahlobo benu abo babenikwe isiBhalo ngaphambili kunani. Bathabatha inkolo yenu bayenze intlekisa, bekunye nabo bangakholwayo. Nina yoyikani uAllâh kananjalo ukuba ningamakholwa ngokwenene.

9 Abakwenzayo (5:53) okuyimisebenzi elungileyo enje ngokuthandaza, ukurhuma umrhumo we*Zakâh* neminye imisebenzi elungileyo ayamkelekanga kuAllâh ngenxa yokuba abakholwa ngokwenene.

10 Abo baqubuda ngokuzithobileyo bazinikele kuAllâh ngokunyanisekileyo (5:55).

58. Kananjalo xa nikhwaza (nisenza) umemezelo mthandazweni, bona baluthatha balwenze into yokuhlekisa nesigculelo; oko bakwenza ngenxa yokuba bangabantu abaswele ukuqonda.

Icandelo 9

59. Yithi, "Hini na bantu beNcwadi nigxeka thina na kungengasizathu simbi ngaphandle kwesokuba thina sikholwa kuAllâh, nakwisiTyhilelo esithunyelwe kuthi nakweso sathunyelwa ngaphambili (kunathi) nibe nina uninzi lwenu lungabenzi bobubi?
60. Yithi wena (Muhammad kubantu beNcwadi), "Ndinganixelela ngeyona nto imbi kunene kunaleyo, ngokumayela nembuyekezo evela kuAllâh: Loo (maYuda) azitsalela isiQalekiso sika-Allâh neNgqumbo yaKhe namanye awo Awawajikayo, aba ziinkawu neehagu, nalawo akhonza izithixo; abo ngabona bangcolileyo ngokomgangatho, yaye balahleka bakude lee eNdleleni ethe Tye".
61. Xa befika kuwe bathi, "Siyakholwa" kodwa enyanisweni bangena (kwi-Islam) ngenjongo yokungakholwa baphinde baphume besenjalo. Kanti uAllâh Ukwazi konke oko bakufihlileyo.
62. Kananjalo uya kubabona begxalathelana ngesono nangogabadelo, nangokutya izinto ezingavumelekanga. Inene kungcole gqitha oko bakwenzayo.
63. Kungani na ukuba ababingeleli (babo) namadoda afundileyo (akubo) angabanqandi bangathethi amazwi azizono, batye izinto ezingavumelekanga? Zizenzo ezingcolileyo oko bakwenzayo.
64. AmaYuda athi: "ISandla sika-Allâh sibophekile[11]." Makubopheke ezawo izandla, baqalekiswe nangoko

11 Xa besithi sibophekile (5:64) bathetha ukuthi uAllâh Akakwazi kupha mntu nto kwiziBele zaKhe. Ezi yayizingqiqo ezigwenxa zamaYuda.

bakuthethayo. Nakanye, zozibini ezaKhe iZandla zivuleke zabanzi. Uchitha kubuBele baKhe njengoko Ethanda. Inene isiTyhilelo esifike kuwe sivela eNkosini yakho, kwabaninzi kubo Sandisa uqaqadeko nogwiliko nokungakholwa. Thina Sifake ubutshaba nenzondwano phakathi kwabo de kube yiMini yoVuko. Maxa onke bephembelela umlilo wemfazwe, uAllâh Uyawucima yaye basoloko bezabalazela (ukwenza) ubutshinga emhlabeni. UAllâh Akabathandi abenzi bobubi.

65. Ukuba aBantu beNcwadi bebekholwa (kuMuhammad) baze bathintele ukungcola (ukunqula izithixo) babe ngabanyulu. Inene beSiya kubacamagushela izono zabo, Sibangenise eMiyezweni yolonwabo.

66. Ukuba nje bebelandele iTorah, i-*Injîl* noku kuthunyelwe kubo kuvela eNkosini yabo (i'Kur'ân), bebeya kusifumana isixhaso sabo ngentla kwabo nangezantsi kwabo. Phakathi kwabo kukho abaseNdleleni ethe Tye, kodwa uninzi lwabo ngabenzi bobubi.

67. Hini na wena Mthunywa! Shumayela (uMyalezo) lowo uthunyelwe kuwe uvela eNkosini yakho. Ukuba awukwenzanga oko, uya kuba akuwuvakalisanga uMyalezo waKhe. UAllâh Uya kukukhusela ebantwini. Inene, uAllâh Akabakhokeli abantu abangakholwayo.

68. Yithi, "Hini na nina Bantu beNcwadi! Akukho yenu de nilandele iTorah, i-*Injîl* noko kusandula kuthunyelwa kuni kuvela eNkosini yenu." Inene, oko kuthunyelwe kuWe wena (Muhammad) kuvela eNkosini yakho kwandisa uqaqadeko, ugwiliko nokungakholwa. Ke musa ukuba nosizi ngabantu abangakholwayo.

Icandelo 10

69. Inene abo bakholwayo, nabo bangamaYuda, amaSabiyah namaKhristu, nabani na okholwa kuAllâh nakwiMini

yokuGqibela aze enze izenzo ezilungileyo, kubo akuyi kubakho koyika bengayi kuxhalaba.

70. Inene, Thina Sathabatha uMnqophiso kuBantwana bakwaSirayeli Sabathumelela abaThunywa. Qho xa kufika uMthunywa kubo esiza noko bona bangakufuniyo babebiza abanye babo ngokuba ngamaxoki abanye kubo bababulala.

71. Babecinga ukuba akuzi kubakho sohlwayo, suke abanye baba ziimfama nezithulu; emva koko uAllâh Wabuyela kubo (ngenceba) kodwa basuka kwakhona abaninzi kubo baba ziimfama, baba zizithulu. UAllâh Ukubona konke oko bakwenzayo.

72. Inene abakholwa abo bathi: uAllâh nguMesiya, unyana kaMaryam, kodwa uMesiya (ngokwakhe) wathi, “Hini na Bantwana bakwaSirayeli! Nqulani uAllâh, iNkosi yam Oyinkosi yenu”. Inene lowo wayamanisa amahlulelane kuAllâh, uAllâh Umalele ukuba angene ePaladesi, ukanti ikhaya labo nguMlilo, kwaye kubenzi bobubi akuyi kubakho mncedi.

73. Inene abangakholwayo ngabo bathi, “UAllâh Ungowesithathu kwabathathu”. Kwaye akakho omnye uthixo, Mnye (jwi) uThixo (nguAllâh) kanti ke ukuba abayiyeki le nto bayithethayo, inene isohlwayo esibuhlungu siya kuhla phezu kwabangakholwayo phakathi kwabo.

74. Ingaba abazi kuguquka na babuyele kuAllâh, bacele itarhu kuYe? Kuba uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

75. UMesiya unyana kaMariyam wayengeyonto yimbi ngaphandle kokuba nguMthunywa; baninzi ababengabaThunywa abalandulelayo eli hlabathi ngaphambili kunaye. Umama wakhe (uMaryam) wayenenyaniso. Bobabini babesitya ukutya. Khawukhangele indlela eSizicacisa ngayo iiVesi kubo; kodwa khawubone indlela abaphambuke baphuma ngayo (enyanisweni).

76. Yithi wena (Muhammad) ebantwini, “Ningathini na ukunqula (enye) into ngaphandle koAllâh engenamandla okunonzakalisa okanye ininike inzuzo?” Kodwa nguAllâh onguSokuva, onguMazi wezinto zonke.
77. Yithi (Muhammad) Hini na Bantu beNcwadi! Musani ukugabadela enkolweni yenu nikholelwe kwinto engeyonyaniso, kananjalo musani ukulandela iminqweno engento yanto yabantu abalahlekayo mandulo nabalahlekisa inyambalala yabantu, belahlekile kwabona buqu eNdleleni ethe Tye.
78. Abo Phakathi kwaBantwana bakwaSirayeli baye bangakholwa baqalekiswa ngolwimi luka Dâwûd no‘Îsâ unyana kaMaryam. Oko kwaba ngenxa yokuba basuka bangaMthobeli (uAllâh nabaThunywa baKhe), bethe gqolo ukugabadela.
79. Babenganqandani ekwenzeni izinto ezingalunganga ababezenza. Kubi ngenene oko babekwenza.

Icandelo 11

80. Uya kubona uninzi lwabo bethabatha abangakholwayo bebenza abahlobo babo. Kungcolile ngenene oko kwenziwa ziziqu zabo. Ngenxa yoko iNgqumbo ka-Allâh yawa phezu kwabo, kananjalo baya kuhlala entuthumbeni ngonaphakade.
81. Kanti ukuba bebekholiwe kuAllâh, nakuMthunywa (uMuhammad) nakoko kutyhiliweyo kuye, bebengekhe babathathe (abangakholwayo) babenze abahlobo babo, kodwa uninzi lwabo ngabenzi bobubi.
82. Inene abona uya kubafumana bewachase ngamandla amakholwa (amaMuslim) ngamaYuda nabo bangabakhonzi bezithixo uze ufumane abo basondeleyo ngothando kumakholwa (amaMuslim) abo bathi, “Thina singamaKhristu”. Oko kungenxa yokuba phakathi kwabo kukho ababingeleli neemonk, yaye bona abanankukhumalo.

Isiqendu 7

83. Kananjalo bona abo (bazibiza ngokuba bangamaKhristu) bayaphulaphula koko kutyhiliweyo kuMthunywa (uMuhammad), ubabone amehlo abo ezele ziinyembezi ngenxa yenyaniso abayikhumbulayo. Bathi, "O Nkosi yethu siyakholwa. Ke ngoko sibhale nathi nabo bangamangqina.
84. Kungokuba kutheni singazi kukholwa kuAllâh nakoko kufikileyo kuthi kuyinyaniso! Thina sinqwenela ukuba iNkosi yethu Isingenise (ePaladesi) kunye nabo bangabenzi bokulungileyo, (uMprofeti uMuhammad nabalandeli bakhe)."
85. Ke kaloku ngenxa yoko bakuthethayo, uAllâh Uya kubavuza ngeMiyezo ekumpompoza amanzi phantsi kwayo, bahlale apho ngonaphakade. Oko kungumvuzo wabenzi bokulungileyo.
86. Ke bona abo bangakholwayo, baphika iiVesi zeThu, baya kuba ngabahlali baseMlilweni.
87. Hini na nina bakholwayo, musani ukwenza izinto ezilungileyo zibe zizinto ezingavumelekanga ezo uAllâh Azenze zavumeleka kuni, ningagabadeli kananjalo. Inene uAllâh Akabathandi abagabadeli.
88. Yidlani izinto Aninike zona, ezivumelekileyo nezilungileyo, nimoyike uAllâh, enikholwa kuYe.

Icandelo 12

89. UAllâh Akayi kunohlwaya ngoko ningakwenzanga ngabom mayela nezifungo zenu, kodwa Uya kunohlwaya ngenikwenze ngabom kwizifungo zenu; ukuhlawula oko niya kondla abantu abasweleyo abalishumi ngokudla okungumlinganiselo olingana noko nondla ngako iintsapho zenu. Kungenjalo niya kubambesa okanye nikhulule ikhoboka. Kodwa lowo ungenako ukukwenza oko, kuya kunyanzeleka azile iintsuku ezintathu, eso sisicamagusho sokwaphula isifungo xa benifungile. Ke kaloku zikhuseleni izifungo (zenu), Wenza

njalo ke uAllâh ukunicacisela iiVesi zaKhe khon'ukuze nibe nombulelo.

90. Hini na nina bakholwayo! Izinxilisi (iziyobisi) nokungcakaza nonqulo zithixo nokuvumisa ngeentolo, oko zizenzo ezingendawo zikaShaytân. Shenxani kwezo zinto khon'ukuze niphumelele.

91. Eneneni uShaytân ufuna nje ukuphemba ubutshaba nentiyano phakathi kwenu ngezinxilisi (neziyobisi) nokungcakaza, aze anithintele ekukhumbuleni uAllâh nasekwenzeni i*Salâh*, ngoku ke aniyi kushenxa na nina kwezo zinto?

92. Kananjalo thobelani uAllâh noMthunywa (uMuhammad), nilumke, noyike uAllâh ukuba nithe najibilika, yazini ke ukuba ngumsebenzi woMthunywa weThu ukuvakalisa (uMyalezo) ngeyona ndlela icacileyo.

93. Abo bakholwayo, benze izenzo zobulungisa, akukho sono kubo ngenxa yoko bakutya (kwilixa eladlulayo) ukuba bayamoyika uAllâh, bakholwe, benze izenzo ezilungileyo, bathi kwakhona boyike uAllâh bakholwe baphinde kwakhona boyike uAllâh, benze izenzo ezilungileyo. UAllâh Uyabathanda abenzi bokulungileyo.

94. Hini na nina bakholwayo! UAllâh Uya kunivavanya ngento enendibaniselwano nenyamakazi eya kusondela kuni ukuba niyibambe ngezandla nemikhonto yenu, Abe uAllâh Uyamvavanya lowo uMoyikayo Yena Ungabonwayo. Lowo uye wagabadela emva koko, okwakhe iya kuba sisohlwayo esibuhlungu.

95. Hini na nina bakholwayo! Ningabulali nyamakazi lo gama nisekwimo ye-*ihrâm*, nabani na kuni oyibulele ngabom, isohlwayo siya kuba kukuba anikele ngesilwanyana, esiziswe kwiKa'bha, esivumelekileyo ukuba sityiwe esilingana neso sibuleweyo, ngokwendlela ekuya kugwetywa ngayo ngamadoda amabini anobulungisa phakathi kwenu; kungenjalo ukuzicamagushela kwakhe kuya kufuneka ondle abasweleyo,

kungenjalo okulingana noko kukuzila ukudla khon'ukuze angcamle ubunzima besenzo sakhe. UAllâh Ukuxolele okwenzeke ngaphambili, kodwa lowo uphinda enze eso senzo kwakhona, uAllâh Uya kuthabatha impindezelo kuye. UAllâh nguSomandla, uMnini mpindezelo.

Icandelo 13

96. Kuvumelekile kuni ukuzingela (ukuloba) izilwanyana zolwandle nokuzitya ukuzinceda nina nabo baseluhambeni, kodwa okungavumelekanga kuni kukuzingela izilwanyana zasendle lo gama nisekwi-*Ihrâm*. NiMoyike uAllâh eniza kuqokelelwa phambi kwaKhe.
97. UAllâh Wenze iKa'bha ukuba ibe yiNdlu eNgcwele, ibe ligwiba lokhuseleko nenzuzo yoluntu, ndawonye neenyanga eziNgcwele nezilwanyana zomnikelo (nabantu abaphawulwe ngezidanga okanye izilwanyana eziphawulwe ngezidanga ezenziwe ngamaxolo emithi yaseMakkah ngenxa yokhuseleko lwazo). Khon'ukuze nazi okokuba uAllâh Unolwazi lwako konke okusemazulwini nokusemhlabeni nokuba uAllâh nguMazi weento zonke.
98. Yazini kananjalo okokuba uAllâh Wohlwaya kabuhlungu kwanokuba uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
99. Umsebenzi woMthunywa awunto yimbi ngaphandle kokuvakalisa uMyalezo yaye uAllâh Wazi enikufihlayo nenikuvezayo.
100. Yithi wena (Muhammad), "Abafani abangcolileyo nabalungileyo enokuba inani labangcolileyo (lingaba likhulu) likukhohlise kangakanani na wena." Ke ngoko nina yoyikani uAllâh, hini na nina bantu baziingqondi khon'ukuze ni phumelele.
101. Hini na nina bakholwayo! Musani ukubuza ngezinto eziza kuthi zisakucaciswa kuni zinifake enkathazweni. Kodwa ukuba

nibuza ngazo lo gama i'Kur'ân isatyhilwa, ziya kucaciswa kuni. UAllâh Ukuxolele oko, uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

102. Ngaphambili kunani (kwakukho) abantu ababebuza imibuzo enjengaleyo, baza ngenxa yoko baba ngabangakholwayo

Icandelo 14

103. UAllâh Azanga Amisele nto inandibaniselwano ne*Bahîrah*[12] okanye i*Sâ-ibah*[13] okanye i*Wasîlah*[14] okanye i*Hâmi*[15] koko abo bangakholwayo baqamba ubuxoki ngoAllâh. Uninzi lwabo alunangqiqo.

104. Ze xa kusithiwa kubo, "Yizani koko uAllâh Akutyhilileyo nakuMthunywa". Bathi bona, "Kwanele kuthi oko safumana obawomkhulu bethu belandela kona", nangona abo bawo mkhulu babo babengenalwazi bengenaso nesikhokelo.

105. Hini na nina bakholwayo! Zilondolozeni[16]. Ukuba nilandela isiKhokelo esilungileyo, nithintele ukwenziwa kokungalunganga, akukho bubi bunokunihlela buvela kwabo basekulahlekeni. Isiphelo senu nonke sikuAllâh, Yena Uya kunixelela ngako (konke) oko nina nakwenzayo.

106. Hini na nina bakholwayo! Xa ukufa kufikela nawuphi na kuni, yenzani umyolelo, onobungqina bamadoda amabini anobulungisa akuni okanye kubekho namanye amabini

12 I*Bahira* (5:103) yimazi yenkamela eyayiyekwa izidlele ngokukhululekileyo ngenxa yezithixo zabo yaye kwakungavunyelwa mntu ukuba ayiqabele okanye abeke umthwalo kuyo.

13 I*Sâ-ibah* (5:103) yimazi yenkamela ebisi lwayo lwalulondolozwa ngenxa yezithixo kananjalo kwakungavunyelwa mntu ukuba ayisenge asele ubisi lwayo

14 I*Wasîla* yimazi yenkamela eyayikhululwa ngenxa yezithixo ngenxa yokuba izibule ngethokazi yaphinda yalandelisa ngokuzala ithokazi okwesibini

15 I*Hâmi* (5:103) yinkunzi yenkamela eyayingasetyenziswa ngenxa yezithixo zabo, emva kokuba igqibe ukukhwela inani elithile leemazi ebimiselwe lona.

16 Xa kusithiwa masizilondoloze (5:105) kuthethwa ukuba masenze izenzo ezilungileyo, soyike uAllâh kangangoko, singazenzi izinto ezikukungcola.

angawangaphandle, xa niseluhambeni ezweni nize nihlelwe kukufa. (Amangqina lawo) wagcineni emva kwe*Salâh*, ukuba ke niyabuthandabuza ubunyaniso bawo wafungiseni uAllâh (athi), "Asinqweneli nayiphi na inzuzo yehlabathi kule nto, nangona esisizalwana sethu esisondele kakhulu (umfi lo). Asiyi kubufihla ubungqina buka-Allâh, kuba inene ukuba singenza loo nto siya kuba singaboni".

107. Xa kuthe kwafumaniseka okokuba aba babini banetyala lesono (sokuxoka phantsi kwesifungo), thabathani amanye (amangqina) amabini endaweni yawo, asondeleyo ngokuzalana (nomfi lowo) kwabo babanga ukuba ilungelo liyimfanelo yabo. (Nabo) mabafunge ngoAllâh (bathi), "Siyangqina okokuba ubungqina bethu bobona buyinyani kunobabo babini, kananjalo asigabadelanga, kuba ngenene singaba singabenzi bobubi".

108. Oko kuya kwenza ukuba kube kufutshane (nenyaniso) okokuba ubungqina babo buya kuba kwisimo sabo senyani. Kungenjalo maboyike okokuba izifungo ziza kwamkelwa emva kwezabo. Boyike uAllâh kananjalo baMphulaphule. UAllâh Akabakhokeli abenzi bobubi.

109. (Lumkelani) iMini apho uAllâh Aya kuqokelela abaThunywa, Athi kubo, "Nafumana luhoyo luni na (kubantu ngemfundiso Yenu)?" Baya kuthi bona, "Asinalwazi thina, inene nguWe uMazi wako konke okufihlakeleyo".

110. Yabonani uAllâh Uya kuthi (ngomhla woVuko), "Hini na 'Îsâ nyana ka Maryam! Khumbula uBabalo lwaM Kuwe nakumama wakho, xa Ndakuxhasayo ngoMoya oyiNgcwele khon'ukuze uthethe nabantu useyimveku, nasekubhadleni kwakho; naxa Ndakufundisa ukubhala, nobulumko, (namandla okuqiqa) iTorah, ne*Injîl*, naxa wenza umfuziselo Wentaka ngodongwe, ngeMvume yaM, wayiphefumlela, yaba yintaka ngeMvume yaM, Waphilisa abazelwe beziimfama nabaneqhenqa ngeMvume yaM, naxa wavusa abafileyo

ngeMvume yaM, naxa Ndabamba aBantwana bakwaSirayeli (ukuba bangafikeleli) kuwe njengoko wafika kubo nemiqondiso ecacileyo, baza abangakholwayo phakathi kwabo bathi, 'Oku akunto yimbi ngaphandle kwemilingo ecacileyo'.

Icandelo 15

111. Naxa Ndatyhila kubafundi (bakho) ukuba bakholwe kuM nakuMthunywa waM (u'Îsâ) bathi bona, 'Siyakholwa, singqina kananjalo okokuba singamaMuslim' .
112. Khumbula kananjalo xa abafundi bakho bathi, 'Hini na 'Îsâ nyana kaMaryam! Ayingesithumeleli na iNkosi yakho itafile edekiweyo (ngokutya) okuvela ezulwini?' U-'Îsâ wathi, "Yoyikani uAllâh, ukuba ningamakholwa ngokwenene."
113. Bathi bona, "Thina sifuna ukutya sanelise iintliziyo zethu (zomelele), sazi kananjalo okokuba wena usixelele inyaniso sibe nathi singamangqina ayo".
114. U'Îsâ unyana kaMariyam wathi, "O Allâh, Nkosi yethu! Sithumelele itafile edekiweyo (ngokutya) okuvela ezulwini khon'ukuze kube sisidlo kuthi kowokuqala nowokugqibela kuthi, kuze kananjalo kube ngumqondiso ovela kuWe; Usinike isixhaso, kuba Wena UngoYena Mondli Ulungileyo kunabondli".
115. Wathi uAllâh, "Ndiya kuyithumela kuni, kodwa nabani na kuni othe walahla ukholo, Ndiya kumohlwaya ngesingcungcuthekiso eNdingazanga Ndohlwaye mntu ngaso ephakadeni."
116. Yabonani uAllâh Uya kuthi (ngoMhla woVuko), "Hini na 'Îsâ, nyana kaMariyam! Nguwe na lo wathi ebantwini, "Khonzani mna no mama wam, sibe ngoothixo ababini ngaphandle koAllâh?" Athi yena (ukuphendula), "UZuko malube kuWe! Yayingekokwam ukuba ndithethe into endandingenalungelo (lakuyithetha kubo). Ukuba ndandinokuthetha into enjalo

inene Ubuya kuyazi Wena. Wena Wazi inzulu yembilini yam, lo gama mna ndingayazi eyaKho; inene, nguWe Wena Wedwa uMazi wako konke okufihlakeleyo.

117. Andizanga ndithethe nto kubo mna ngaphandle koko Wena Wandiyalela ukuba ndikuthethe: (Mna ndathi kubo), "Nqulani uAllâh OyiNkosi yam noyiNkosi yenu." Kwaye mna ndandilingqina phezu kwabo lo gama ndandiphila phakathi kwabo, kodwa Wathi Usakundenza ndife[17], Wena Waba nguMlondolozi phezu kwabo, kananjalo Wena UliNgqina lazo zonke izinto.

Icandelo 16

118. Ke ukuba Uyabohlwaya, bazizicaka zaKho, ukanti ukuba Uyabaxolela, inene Wena Wedwa UnguSomandla, uSobulumko."
119. UAllâh Uya kuthi, "Le yiMini apho abanenyaniso baya kuxhamla kwinyaniso yabo: Okwabo iya kuba yiMiyezo ekumpompoza imilambo phantsi kwayo, baya kuhlala apho ngonaphakade. UAllâh Akholiseke ngabo nabo bakholiseke nguYe. Leyo iya kuba yimpumelelo enkulu."
120. Loluka-Allâh ulongamelo lwamazulu nomhlaba nako konke okungaphakathi apho, yaye uAllâh Unamandla ngaphezulu kwezinto zonke.

17 Usakundenza ndife (5:117): Oku izazi zeIslam zithi kuthetha ukuba uAllah Wamnyusela kuyY uYesu, akuthethi ukuba uYesu wafa, njengoko amaKhristu esitsho. Ukanti ke likhona nelinye iqela lamaMuslim obuAhmadiya namaKadiyani elincinane elicinga ukuba uYesu wafa ukufa okuqhelekileyo. Le mbono ayamakelekanga ngokwengcaciso yezazi zeIslam

ISahluko 6
SÛRAH AL-AN'ÂM (IINKOMO) 6

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ukudunyiswa kokuka-Allâh, Owadala amazulu nomhlaba, Wenza ubumnyama nokukhanya, kodwa abangakholwayo bathabatha (thixo bambi babalinganise) neNkosi yabo (uAllâh).
2. NguYe Owanidala ngodongwe, Waza Wanimisela ixesha lokufa kwenu. Ukanti Usenelinye ixesha Anibekele lona (lokuvuka kwenu) nibe nina nisaluthandabuza (uvuko).
3. Kananjalo Yena nguAllâh emazulwini nasemhlabeni; Yena Uyakwazi enikufihlileyo nenikuvezayo, Uyakwazi nenikuzuzayo. (okulungileyo nokungalunganga).
4. Yaye akukho Vesi efikayo kubo evela kwiiVesi zeNkosi yabo, abangayitshikileliyo.
5. Inene bona bayiphikile inyaniso (i'Kur'ân) efike kubo, kodwa ziza kufika iindaba kubo zoko babegculela ngako.
6. Abakaboni na ukuba zingaphi izizukulwana eSazitshabalalisayo phambi kwabo eSazimiselayo emhlabeni, ngohlobo eSingazanga Sinimisele ngalo nina? Sathulula phezu kwabo imvula esibhakabhakeni ngobuninzi bayo, Saphuphumisa imilambo phantsi kwabo. Kodwa Sabatshabalalisa ngenxa yezono zabo, Saza Sadala ezinye izizukulwana emva kwabo.
7. Kanti enokuba beSithumele uMyalezo osele ubhalwe ephepheni abebeza kukwazi ukuwubamba nangezandla zabo, abangakholwayo bebeza kuthi, "Asinto yimbi le ngaphandle kokuba ngumlingo ozicaceleyo".

8. Kananjalo bathi, "Kutheni kungathunyelwanga ngelosi kuye?" Ukuba beSithumele ingelosi, umcimbi ngewusele ugwetyiwe kwaba kanye, yaye bebengayi kwandiselwa xesha (lakuguquka).
9. Ukuba beSibanyulele ingelosi, beSiya kuyenza ibe ngumntu, yaye beSiya kubadidekisa ngenene koko sele bedideke kuko.
10. Inene baninzi abaThunywa abangaphambili kunawe abagculelwayo kodwa abagculeli babo baya barhangqelwa ngoko babekugculela.

Icandelo 2

11. Yithi wena (Muhammad) "Khanihamba-hambeni ehlabathini nizibonele (ngokwenu) ukuba saba njani na isiphelo sabo baphika inyaniso. (isiTyhilelo sika-Allâh).
12. Yithi (Muhammad), "Ngubani na uMnini wezinto zonke ezisemazulwini nasemhlabeni?" "Yithi nguAllâh". Yena Uzimisela iNceba. Inene Yena Uya kuniqokelela nonke ngoMhla woVuko, ekungekho ntandabuzo ngawo. Ke bona abo balahlekelwe bubuqu babo abayi kukholwa.
13. Kananjalo okwaKhe (uAllah) kuko konke okuphila ebusuku nasemini, yaye Yena nguSokuva, uSolwazi.
14. Yithi wena (Muhammad), "Ndithabathe umkhuseli ongomnye na ngaphandle koAllâh, uMdali wamazulu nomhlaba? NguYe Owondlayo, Yena Akondliwa". Yithi, "Inene mna ndiyalelwe ukuba ndibe ngowokuqala kwabo bazinikela kuAllâh". Ke wena (Muhammad) ungabi ngomnye wabakhonzi bezithixo.
15. Yithi, "Inene mna ndoyika isohlwayo seMinikazi eNkulu xa ndinokungayithobeli iNkosi yam."
16. Lowo usindileyo (kweso sohlwayo) ngaloo Mini inene, uAllâh Ube neNceba kuye yaye oko kuya kuba yimpumelelo yokwenene.

17. Kananjalo ukuba uAllâh Angakuchika ngobubi akukho bani unokubususa ngaphandle kwaKhe, naxa Enokukuchika ngokulungileyo, Unamandla ngaphezulu kweento zonke.
18. Yena Ungongenakoyiswa, Ungentla kwizicaka zaKhe, UnguSobulumko, Wazi zonke izinto.
19. "Yithi wena (Muhammad), Yintoni na eliNgqina elikhulu?" Yithi, "NguAllâh OliNgqina phakathi kwam naphakathi kwenu; Le 'Kur'ân ityhilwe kum ukuze ndinilumkise ngayo nina nabani na enokumfikelela. Ingaba ningabunika ubungqina bokuba kukho abanye oothixo ngaphandle koAllâh?" Yithi, "Mna andinabungqina bunjalo!" Yithi, "Enyanisweni Yena (uAllâh) nguYe Yedwa uThixo. Yaye mna inene ndimsulwa kwezo zinto nizayamanisa naYe nizinqule."
20. Abo Sabanika isiBhalo (amaYuda namaKhristu) bona bayamazi yena (uMuhammad) njengoko besazi oonyana babo. Ke bona abo balahlekelwa bubuqu babo ngabo bangakholwayo.

Icandelo 3

21. Ngubani owenza ugabadelo olugwenxa ukugqitha lowo uqamba ubuxoki ngoAllâh okanye ale iiVesi zaKhe? Inene abenzi bobubi abayi kuphumelela.
22. NgeMini eSiya kubaqokelela, Siya kuthi kwabo babesayamanisa amahlulelane (kuAllâh), "Aphi na amahlulelane enu enanidla ngokuwayamanisa (njengabancedisi baka-Allâh)?"
23. Akuyi kubakho kuzithethelela kubo ngaphandle kokuthi, "(Sifunga) ngoAllâh, iNkosi yethu, thina sasingekho kunye nabo abo babesayamanisa abanye kuAllâh."
24. Khawukhangele! Indlela abaza kuxoka ngayo ngokuchasene neziqu zabo! Kodwa (ubuxoki obo babo) babuqambileyo buya kusuka buthi shwaka kubo.

25. Kananjalo phakathi kwabo kukho abo bakuphulaphulayo wena; kodwa Sibeke isigqubuthelo ezintliziyweni zabo, ukuze bangaqiqi, nobuthulu ezindlebeni zabo; kanti enokuba sele bezibona zonke iiVesi abayi kukholwa kuzo; kangangokuba nokuba sele befikile kuwe, beze kuxoxa nawe abangakholwayo bathi, "(Suk'apha), ezi ziintsomi zabantu bakudala".
26. Kananjalo bona bathintela nabanye ukuba bangayi kuye (uMuhammad) yaye nabo buqu abasondeli kuye kanti bazitshabalalisa bona ngokwabo koko abaqondi.
27. Ukuba ubunokubabona xa bejingiswa phezu koMlilo (wesiHogo)! Baza kuthi, "Akwaba besinokuphinda sibuyiselwe emva (emhlabeni) besingekhe siphinde siziphike iiVesi zeNkosi yethu, yaye besiza kuba ngabanye bamakholwa!"
28. Unotshe, kuya kuba sele kuzibonakalela (mhlophe) kubo oko babekufihla ngaphambili. Kodwa enokuba bebenokubuyiselwa (emhlabeni) bebeza kubuyela kwakoko babeyalelwe ukuba bangakwenzi. Inene bona ngamaxoki.
29. Kanti babesithi, "Abukho obunye ubomi ngaphandle kobu sibuphila kweli hlabathi, yaye asokuze sivuswe (ngoMhla woMgwebo)."
30. Ukuba ungabona xa beya kuba bemiswe phambi kweNkosi yabo! Yona Iya kuthi (kubo), "Asiyonyaniso na le [uvuko lwabafileyo]? "Baya kuthi bona, "Ewe, (sifunga) ngeNkosi yethu!" Ize Ithi Yona, "Ngcamlani isohlwayo (senu) ke kuba nina naye nangakholwa."

Icandelo 4

31. Ngabalahlekelwa inene abo baphika iNdibano yabo noAllâh, de ngequbuliso, iYure (yokufa) iwe phezu kwabo, baqale bathi, "Yeha kuthi! Ngokungayithabatheli ngqalelo." Ngelo xesha baya kuba bethwele imithwalo yabo emiqolo yabo, hayi ububi bemithwalo abaza kuyithwala!

32. Kananjalo ubomi beli hlabathi abunto yanto ngaphandle kokuba yindlalo nemfeketho. Kodwa ikhaya loBomi oBuzayo lilona lilungileyo kwabo banyulu, kanti aniqondi na?
33. Sibazi kakuhle ubuhlungu obubangwa ngamazwi abo kuwe (Muhammad). Ayinguwe lo bamphikayo koko ziiVesi (ze'Kur'ân) ka-Allâh abaziphikayo abenzi bobubi.
34. Inene (baninzi) abaThunywa abaphikwayo ngaphambi kwakho. Kodwa banyamezela ngomonde ukuphikwa yaye babesonzakaliswa, de uNcedo lweThu lwafika kubo, kwaye akukho bani unokuwajika amazwi ka-Allâh. Inene inkcazelo yeendaba zabaProfeti (abangaphambili) ifikile kuwe
35. Ukuba ngaba inzondo yabo ayinyamezeleki kuwe, funa itonela emhlabeni okanye ileli eya esibhakabhakeni ukuba uyakwazi (ukwenza loo nto), ubazele nomqondiso kodwa ukuba Yena uAllâh Ebethanda, Ebengabanika (bonke) isiKhokelo, ke wena ungabi ngomnye wabo bangenalwazi.
36. Ngabo bamphulaphulayo uMthunywa kuphela, abaza kuba nohoyo, kodwa ke ngokuphathelene nabafileyo, uAllâh Uza kubavusa, yaye kukuYe apho baza kubuyela khona.
37. Kananjalo bathi, "Kutheni kungekho mqondiso uthunyelwayo kuye ovela eNkosini yakhe?" Yithi wena, "Inene uAllâh Uyakwazi ukuthumela imiqondiso kodwa uninzi lwabo alwazi nto."
38. Akukho silwanyana sinyakazayo emhlabeni, kungekho nantaka ibhabhayo ngeempiko zayo, koko zingamabandla njengani. Akukho nto Siyishiyeleleyo eNcwadini, kwaye (zonke) ziza kubuyela eNkosini yazo.
39. Abo bangazamkeliyo iiVesi zeThu, bazizithulu nezimumu ezisebumnyameni. UAllâh Ulahlekisa lowo Athande (ukumlahlekisa) Aze Akhokelele eNdleleni ethe Tye lowo Athande (ukumkhokelela).
40. Yithi (Muhammad), "Khanindixeleleni, ukuba isohlwayo sika-Allâh singehla phezu kwenu, okanye iYure ifike kuni, ingaba

beningabiza komnye ngaphandle koAllâh? (phendulani) ukuba ninenyaniso.

41. Nakanye, beniya kubiza kuYe Yedwa, yaye ukuba Ebethanda Ebeza kuyisusa inkxalabo kuni leyo beniya kuMbiza ngenxa yayo nize futhi nililibale ngelo xesha naliphi na ihlulelane enilayamanisa naYe."

Icandelo 5

42. Inene, Sathumela (abaThunywa) kwizizwe ezininzi phambi kwakho kananjalo Sazithwaxa ngentlupheko enkulu nangelahleko yempilo khon'ukuze zizinikele (kuThi).
43. Ngethuba lokufika kwesohlwayo seThu kuzo, kwakutheni zingazithobi? Ukusuka apho iintliziyo zazo zasuka zaqaqadeka noShaytân wenza kwabonakala kulungile kuzo oko (kugwenxa) zazikwenza.
44. Ke kaloku zathi zisakusilibala (isilumkiso) eso zazikhunjuzwe ngaso, Sazivulela amasango abo bonke (ubuncwane) bezinto. Kwala xa ziphakathi naphakathi kolo lonwabo zazilunikiwe, Sasuka ngesaquphe Sazithabatha (ngesohlwayo). Yeha kuzo! Zagaxeleka entshabalalweni zinokuzisola okunzulu nosizi.
45. Zaba ke ngoko iingcambu zabantu abenza ububi zinqanyulwe. Ke kaloku iindumiso nemibulelo mayibe kuAllâh iNkosi yamaphakade.
46. Yithi kwabo bangakholwayo, "Khanindixeleleni, ukuba uAllâh Anganihlutha ukuva kwenu nokubona kwenu, Atywine neentliziyo zenu, ngubani (omnye) uthixo ngaphandle koAllâh onokunibuyisela ezo (zinto)?" Uyabona ke ukuba Sizicacisa kanjani na iiVesi (zeThu)? Kodwa ngoko kunjalo bayaphambuka.
47. Yithi, "Khanindixeleleni, ukuba isohlwayo sika-Allâh sinokunifikela ngequbuliso (ebusuku), okanye ekuhleni

(emini), ukhona umntu (ongomnye) onokutshatyalaliswa ngaphandle kwabenzi bobubi?

48. Kananjalo Asizanga Sibathumele nje abaProfeti koko Sabathumela neendaba ezivuyisayo bekwangabo nabaLumkisi. Ke kaloku lowo ukholwayo aze enze imisebenzi yobulungisa, kwabanjalo akuyi kubakho koyika kungayi kubakho kuxhalaba.

49. Ke bona abo baphika imiqondiso yeThu, isohlwayo siza kubafumana ngenxa yokungakholwa kwabo.

50. Yithi wena (Muhammad), "Andithi kuni mna ndinoovimba baka-Allâh, ndingatshongo nokuthi mna ndazi okungabonwayo ndingakhanga nditsho nokuthi kuni mna ndiyingelosi. Mna ndilandela oko ndikutyhilelweyo". Yithi, "Ingaba abaziimfama bayafana na nabo babonayo? Kanti anicingisisi na?"

Icandelo 6

51. Lumkisa nge'Kur'ân ke abo banoloyiko lokuba baza kuqokelelwa phambi kweNkosi yabo. Apho bangayi kuba namkhuseli namthetheleli ngaphandle kwaKhe (uAllâh), ukuze boyike uAllâh, bagcine uxanduva lwabo kuYe.

52. Ungabagxothi abo babiza eNkosini yabo, ekuseni nasemva kwemini befunauBusobaYo.[1] Wena akuyi kubuzwa ntongabo, nabo abayi kubuzwa ntongawe, kangangokubaudeubagxothe, uze ngaloo ndlela ube ngomnye wabangabagabadeli.

53. Ke ngoko Sivavanya abanye ngabanye, ukuze bathi: "Ingaba aba (bangamakholwa angamahlwempu), ngabo uAllâh Abababalileyo phakathi kwethu?" Kanti uAllâh Akabazi na abanombulelo?

1 UBuso buka-Allâh (6:52) bubukho baKhe okanye Ukukholiseka kwaKhe.

54. Xa abo bakholwayo kwiiVesi zeThu besiza kuwe yithi "Salâmun 'alaykum[2]," iNkosi yenu Ibhale iNceba kuYo Buqu, ke ukuba ubani kuni wenze ukungcola engazi, aze emva koko aguquke enze izenzo ezilungileyo, inene Yena (uAllâh) nguMxoleli, uSozinceba.
55. Ke kaloku Sizichaza ngoloo hlobo iiVesi zeThu, (Sinike) ingcaciso, ukuze indlela yabenzi bobubi ibonakale ngokucacileyo.

Icandelo 7

56. Yithi (Muhammad), "Mna ndalelwe ukuba ndinqule abo nibiza kubo nina ngaphandle koAllâh." Yithi, "Andingekhe ndilandele iminqweno yenu engento yanto. Ukuba bendinokwenza njalo, bendiya kulahleka, yaye bendingayi kuba ngomnye wabakhokelelekileyo."
57. Yithi (Muhammad), "Mna ndikubungqina obucacileyo obuvela eNkosini yam kodwa nina niyabuphika." Andinako oko nikucela ningasenamonde (iMini yoMgwebo). Isigqibo sesika-Allâh, Yena Uthetha inyaniso yaye Ungoyena Mgwebi Ulungileyo kunabo (bonke) abagwebi.
58. Yithi, "Ukuba bendinako oko nikucelayo ningasenamonde, umcimbi ngowusele wagqitywa phakathi kwam nani, kodwa uAllâh Ubazi kakuhle abagabadeli".
59. Yaye kuYe kukho izitshixo zokungabonwayo, akukho bani uzaziyo ngaphandle kwaKhe. Kananjalo Yena Wazi yonke into esemhlabeni neselwandle; akukho gqabi liwayo (emthini) Angalaziyo Yena. Akukho nakhozo ebumnyameni bomhlaba, kungekho nantoni na entsha okanye eyomileyo, koko ibhaliwe eNcwadini ecacileyo.
60. NguYe othabatha imiphefumlo yenu ebusuku xa nileleyo yaye Unolwazi lwako konke oko nikwenzileyo ngemini, Aze emini

2 UBuso buka-Allâh (6:52) bubukho baKhe okanye Ukukholiseka kwaKhe.

Anivuse kwakhona ukuze ixesha enilimiselweyo lizaliseke, ke kaloku (ekugqibeleni) niya kubuyela kuYe. Yena Uya kunixelela ngoko benikade nikwenza.

Icandelo 8

61. Yena Ungongaphikisekiyo Ungentla kwizicaka zaKhe, yaye Yena Uthumela abagcini benu (iingelosi) abangabakhuseli, kude kuthi xa ukufa kufike komnye wenu, iziThunywa zeThu ziwuthabathe umphefumlo wakhe yaye azisileli (ekwenzeni umsebenzi wazo).
62. Baze babuyiselwe kuAllâh, uMlondolozi wabo wenyaniso (uAllâh) iNkosi Enobulungisa, Inene ngowaKhe uMgwebo yaye Yena Uyakhawuleza ukufaka embuzweni.
63. Yithi, "Ngubani onisindisayo esithokothokweni somhlaba nolwandle", (xa) nibiza kuYe ngokuzithobileyo nasemfihlakalweni

(nisithi), "Ukuba uAllâh Angasisindisa kule ngozi, inene siya kuba nombulelo?"

64. Yithi, "UAllâh Uyanisindisa kuyo le kanti nakwezinye iinkxwaleko zenu kodwa nina nayamanise thixo bambi (kuAllâh.")
65. Yithi, "Yena Unamandla okuthumela isohlwayo phezu kwenu nangaphantsi kweenyawo zenu okanye. Anigqume ngokudideka, nikruthakruthane ngamacala, Anenze kananjalo ningcamlisane inkohlakalo yomnye komnye. Khawubone ke ukuzicacisa ngeendlela ngeendlela kweThu iiVesi khon'ukuze baqonde.
66. Kodwa abantu bakuni (Muhammad) bayalile (i'Kur'ân) nangona iyinyaniso. Yithi, "Andingomlondolozi wenu ke mna".
67. Kuzo zonke iindaba kukho ixesha elimisiweyo yaye niza kwazi kungekudala.

68. Wena (Muhammad) xa ubona abo bancokola incoko yobuxoki ngeeVesi (ze'Kur'ân), bezigculela, zikhwebule, ushenxe kubo de bathethe nganto yimbi, ke kaloku ukuba uShaytân ukwenza ulibale, xa uthe wakhumbula musa ukuhlala kwimbutho yabantu abangabagabadeli.
69. Abo bamoyikayo uAllâh; abayi kuthwala mhemhe yabo (bangakholwayo), kodwa eyabo imhemhe (abakholwayo) kukubakhumbuza khona ukuze bamoyike uAllâh.
70. Bayeke abo bathabatha inkolo yabo bayenze into yokuhlekisa neyokonwabisa, abo ubomi beli hlabathi bubakhohlisile. Kodwa bakhumbuze nge'Kur'ân hleze umntu agaxeleke entshabalalweni ngoko akusebenzeleyo, apho angayi kuzifumanela mkhuseli namthetheleli ngaphandle koAllâh enokuba sele engada anikezele ngentlawulo eyintoni na, ayiyi kwamkelwa kuye. Abo ngabo banikelwe entshabalalweni ngenxa yoko bazenzela kona, okwabo iya kuba kukusezwa amanzi atshisayo nesohlwayo esibuhlungu ngenxa yokuba bala ukukholwa.

Icandelo 9

71. Yithi(Muhammad), "Ingaba siza kubiza kwabanye ngaphandle koAllâh, (sibize kwizithixo) ezingenakusenza nto ilungileyo zingekhe zisenze nabubi, siza kujibilika, sibuye umva Esakugqiba ukusikhokela uAllâh? Sibe njengalowo uShaytân amenze waphambuka emhlabeni edidekile, babe abahlobo bakhe bemmemelela kwisiKhokelo, (besithi), "Yiza kuthi!" Yithi, "Inene isiKhokelo sika-Allâh siso (kuphela) isiKhokelo, yaye thina siyalelwe ukuba sizinikele kwiNkosi yamazwe".
72. Nokwenza i*Salâh*, nokuthobela, koyikwe Yena, yaye kukuYe apho niza kubuthelwa khona nonke.
73. NguYe Odale amazulu nomhlaba ngenyaniso, nemini kananjalo ngeMini (yoVuko) Uya kuthi, "Makube njalo",

kubenjalo! Ilizwi laKhe liyinyaniso. Intando yaKhe iya kuba lulongamelo, ngeMini apho iXilongo liya kuvuthelwa. (Yena) nguMazi wezinto zonke; ezingabonwayo nezibonwayo. Yena nguSobulumko, Owazi konke.

74. Yabonani uIbrâhîm wathi kutata wakhe uAzar, "Ingaba uyithabatha imifanekiso eqingqiweyo ukuba ingoothixo kusini na? Inene, Mna ndibona wena nabantu bakuni nisekulahlekeni okucacileyo".

75. Saza ngoko Sambonisa uIbrâhîm ubukumkani bamazulu nomhlaba khonu'ukuze abe ngomnye wabo banokholo ngokwenene.

76. Bathi bakumgquma ubusuku, wabona inkwenkwezi. Wathi, "Yiyo le inkosi yam". Kodwa yathi isakutshona, wathi yena, "Andibathandi (oothixo) abamana ukutshona."

77. Akubona inyanga iphuma, wathi, "Nantsi inkosi yam." Kodwa isakutshona wathi, "Ngaphandle kokuba iNkosi yam Indinike isiKhokelo, inene ndiya kuba ngomnye wabasekulahlekeni."

78. Akubona ilanga liphuma, wathi, "Nantsi inkosi yam. Le inkulu nokuba nkulu". Kodwa lisakutshona, wathi "Hini na bantu bakuthi! Mna ndimsulwa kwabo nibayamanisa (kuAllâh nibakhonze).

79. Mna, ndibhekise ubuso bam ngakuloWo Wadala amazulu nomhlaba. Andimkhonzi ongomnye, yaye andinguye omnye wabakhonzi bezithixo.

80. Abantu bakubo baphikisana naye. Wathi yena, "Niphikisana nam na ngoAllâh lo gama Andikhokeleyo, kananjalo mna andiboyiki abo nina nibayamanisa kunqulo lwaKhe (akukho nto banokundenza yona) ngaphandle koko iNkosi yam Ithande ukuba kwenzeke. INkosi yam Inolwazi lwazo zonke izinto. Kanti anikhumbuli na?"

81. Ndingaboyika njani abo nibayamanisa (kunqulo luka-Allâh), nibe nina ningenalo uloyiko lokwayamanisa izinto kunqulo luka-Allâh Anganinikanga gunya ngazo. Kanti ngabaphi

kula maqela mabini (wethu) abanelungelo elithe chatha (kunabanye) lokhuseleko xa ngaba ninolwazi?"

82. Abo bakholwayo, bangagqumeleli ukholo lwabo ngogabadelo, okwabo lukhuseleko, ukanti bona bangabona bakhokelelekileyo.

Icandelo 10

83. Oko yaba bubungqina eSabunika uIbrâhîm ngokuchasene nabakubo. Siphakamisa lowo Simthandileyo abe semanqwanqweni (aphezulu). Inene iNkosi yakho nguSobulumko, uSolwazi.
84. Sampha uIs-hâ'k yena noYa'kûb, ngamnye kubo Samkhokela, kanti ngaphambi kwabo Sakhokelela uNûh naphakathi kwenzala yakhe, uDâwûd, uSulaymân, uAyyûb, uYûsuf, uMûsâ, noHârûn. Siwavuza kanjalo ke Thina amalungisa.
85. NoZakariyyâ noYahya no'Îsâ noIliyâs[3], ngamnye kubo wayengowakumalungisa.
86. NoIsmâ'îl noAlyasa'a[4], noYûnus[5] noLût[6], ngamnye kubo Samkhetha ngaphezulu kunendalo (yonke).
87. Kanti nootata babo nenzala yabo nabazalwana babo, Sabakhetha, Sabakhokelela kwiNdlela ethe Tye.
88. Esi sisiKhokelo sika-Allâh Akhokela ngaso nabani na lowo Amthandileyo kwizicaka zaKhe. Kodwa ukuba babeyamanise abanye kunqulo luka-Allâh, okungamampunge yayiza kuba koko bakwenzayo[7].

3 U-Iliyâs (6:85) nguMprofeti uEliya.
4 U-Alyas (6:86) nguMprofeti uElisha.
5 UYûnus (6:86) nguMprofeti uYona.
6 ULût (6:86) nguMprofeti uLothe.
7 Ukungabazuzisi nto (6:88) kuthetha ukuba, ukuba babe nokujibilika bakhonze nto zimbi ezingengoAllâh. Yonke imisebenzi emihle ababesele beyenzile ngethuba babengekakreqi abayi kuyifumana imivuzo yabo ngayo.

89. Bona bangabo Sabanika iNcwadi yokugweba, nobuProfeti. Ke ukuba aba (baphilayo) bayala ukukholwa kuyo (i'Kur'ân), Thina Siyibeke phantsi kohoyo lwabantu abangengabo abangakholwayo kuyo.
90. Bona bangabo uAllâh Abakhokeleyo. Ngoko ke landelani isiKhokelo sabo. Yithi (Muhammad), "Akukho ntlawulo ndinibiza yona ngale ('Kur'ân). Yona sisikhumbuzi sendalo (yonke)".

Icandelo 11

91. Ke bona[8] abakhanga baMxabise uAllâh ngexabiso elifanele Yena xa besithi, "Akukho nto uAllâh Ayithumele nakowuphi na umntu (esisiTyhilelo)." Yithi wena (Muhammad), Ngubani na owathumela iNcwadi eyeza noMûsâ eyayiluKhanyiselo nesiKhokelo eluntwini, yona leyo nina (maYuda) niyenze yangamaphepha (ahlukeneyo), niveze (okuthile kwayo) nifihle okuninzi kwayo? Ke kaloku nina (bakholwayo) nifundisiwe (nge'Kur'ân) oko naningakwazi, kungaziwa nangooyihlo benu". Yithi, (uAllâh Uyithumele)". Ubayeke ke babe bedlalisa ezincokweni zabo ezingento yanto.
92. Kananjalo le ('Kur'ân) yiNcwadi esikelelekileyo, eSiyithumeleyo, ingqina oko kweza ngaphambili kunayo, khon'ukuze ulumkise isixeko esingunozala wezixeko (iMakkah) nazo zonke ezo zisingqongileyo. Abo bakholwayo kuBomi Obuzayo, bakholwa kuyo (i'Kur'ân), yaye bahlala belondoloze ii*Salâh* zabo.
93. Ngubani na oyintswela-bulungisa ukugqitha lowo uqamba ubuxoki ngoAllâh, okanye athi isityhilelo sifikile kum? Kube kungekho sityhilelo sayo nayiphi na into (etyhilwe kuye) nalowo uthi, "Mna ndiya kutyhila okufana noko kutyhilwe nguAllâh," Ukuba ungababona abagabadeli xa

8 Aba kuthethwa ngabo apha (6:91) ngamaYuda.

besezintlungwini zokufa, xa iingelosi zokufa zisolula izandla zazo (zisithi), "Ethe apha imiphefumlo yenu! Namhlanje niza kubuyekezwa ngesohlwayo esilihlazo ngenxa yoko nanidla ngokukuthetha ngoAllâh kungeyonyani. Nina naningazamkeli iiVesi zaKhe nikhukhumele".

94. (Ngoku) nize kuThi (nihamba) nedwa[9] ninjengoko SaSinidalile okokuqala. Nikushiye ngemva konke oko SaSiniphe kona. ASiniboni nikunye nabathetheleli benu (abazizinyanya), enanibanga ukuba ngamahlulelane ka-Allâh. Ngoku onke (amaqhina) okuzalana (okuhlobana) phakathi kwenu nabo anqanyulwe, nako konke oko nanidla ngokukubanga, kuthe shwaka kwemka kuni.

Icandelo 12

95. NguAllâh Owenza ukhozo lwembewu nepete yesiqhamo icandeke, intshule, Yena Ubuyisa abaphilayo kwabafileyo, nguYe kananjalo Obuyisa abafileyo kwabaphilileyo. Lowo ke nguAllâh, ngoku yintoni eniphambukisa nibe kude enyanisweni?

96. (Yena) nguMahlukanisi wentsasa (nemini). Wanyula ubusuku (baba lithuba) lokuphumla, ilanga nenyanga zaba zezokuqondisa. Lowo ngummiselo kaSomandla uSolwazi.

97. NguYe Onibekele iinkwenkwezi ukuze nibone indlela ngoncedo lwazo kwisithokothoko somhlaba nesolwandle. Sizicacisile ngokucacileyo iiVesi (zeThu) khon'ukuze abantu bazi.

9 Ukuhamba wedwa (6:94) kuthetha ukuba uza kufa wedwa uye kufika kuAllâh.

98. Nguye Onidale ngesiqu somntu omnye, Waninika indawo yokuphumla[10] nendawo yokunigcina[11]. Inene Sinicacisele ngokucacileyo isiTyhilelo seThu kubantu abaqiqayo.
99. NguYe Othoba amanzi, evela esibhakabhakeni, Size ngawo Sivelise uhlaza lwezinto zonke, eSithi kulo Sivelise izikhwebu zeenkozo. Kananjalo (kwimithi) yeedatilisi namasebe ayo kuphuma izihlahla zedatilisi zijingela phantsi nakufutshane, nemiyezo yezidiliya, iminquma neerharnathi nganye kuzo iyelelene kwenye kodwa zahlukene (ngencasa). Jonga iziqhamo zazo xa ziqalisa ukuntshula nokuvuthwa kwazo. Inene kwezi zinto kukho imiqondiso kubantu abakholwayo.
100. (Kodwa banqula ii*jinn*[12]) bazenze amahlulelane kunqulo luka-Allâh, ngoku inguYe Owazidalayo; yaye babalela kuYe oonyana neentombi bengenalwazi. Makazukiswe Yena Aphakanyiswe ngaphezu kwazo zonke izinto abazibalela kuYe.

Icandelo 13

101. Yena nguMyili wamazulu nomhlaba, Angathini na ukuba nonyana ekubeni Engenamfazi? Yena Wadala zonke izinto yaye UnguMazi wezinto zonke.
102. Lowo nguAllâh, iNkosi yakho! Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, uMdali wezinto zonke. Khonzani Yena ke, yaye Yena Unamandla ngaphezulu kwezinto zonke, nguMkhuseli.
103. Akukho mbono unokuMqulatha Yena, kodwa Yena Uqulatha yonke imibono. Yena nguSoBubele Owazi (konke).

10 Indawo yokuphumla (6:98) ngumhlaba lo siphila kuwo okanye izibeleko zoomama bethu.
11 Indawo yokusigcina (6:98) ithetha ingcwaba kungenjalo izinqe zootata bethu.
12 Ii*jinni* okanye ama*jinni* (6:100) yimimoya ephilayo engabonwayo, umzekelo iimpundulu, oomamlambo, noothikoloshe njalo-njalo.

104. Inene intyilelo ifikile kuni ivela eNkosini yenu. Ke lowo ubonayo (ubonela) isiqu sakhe, nalowo uyimfama, uyimfama ngokuchasene nesiqu sakhe, mna (Muhammad) andingomlondolozi wenu.
105. Sizichaza ngeendlela-ngeendlela kanjalo ke iiVesi zeThu khon'ukuze bona (abangakholwayo) bathi, "Wena ufunde (izibhalo zaBantu beNcwadi), khon'ukuze kananjalo Senze izinto zicace kubantu abanolwazi.
106. Wena landela oko kutyhilwe kuwe kuvela eNkosini yakho, akukho thixo wumbi ngaphandle kwaYo, kananjalo wena zikhwebule kubanquli zithixo.
107. Ukuba uAllâh Ebethanda, bebengazukwayamanisa (abanye kuYe). Yaye wena Asikwenzanga umlondolozi phezu kwabo, ungenguye nomgcini wabo.
108. Ke kaloku ningabathuki abo babanqulayo ngaphandle koAllâh, (kuba) hleze bona bathuke uAllâh ngobutshaba bengenalwazi. Ke ngoko Senze izenzo zomntu ngamnye zabonakala zilungile kuye, ukanti (isiphetho) sabo kukubuyela kwiNkosi yabo Ize Yona Ibaxelele ngako oko bakwenzayo.
109. Kananjalo bafunga ngezifungo zabo ezimandla ngoAllâh (besithi) ukuba kwakunokufika umqondiso kubo; inene bona ngebabekholiwe kuwo. Yithi (kubo), "Imiqondiso ikuAllâh kuphela, yintoni ke nina (maMuslim) eya kunenza nikuqonde oko? (Kuba enokuba) (umqondiso) wawufikile (kubo) babengayi kuwukholelwa."
110. Ke kaloku Thina siya (kusuka) Sibagqwethe iintliziyo zabo nokubona kwabo babe kude (kwisiKhokelo), njengoko (baye) bala ukukholwa kuso kwa-ukuvela kwaso, yaye Siya kubayekela ekugabadeleni kwabo bafathule ngobumfama.

Isiqendu 8

111. Kananjalo ukuba Sasinokuthumela iingelosi kubo, baza nabafileyo bathetha nabo, Saza Thina Sahlanganisa zonke izinto phambi kwabo, babengayi kukholwa Engathandanga uAllâh. Kaloku uninzi lwabo luziphatha ngobudenge.
112. Ke ngoko Senzele uMprofeti ngamnye iintshaba - ooSathana phakathi koluntu nee*jinni*, bephefumlelana ngeentetho ezihonjisiweyo eziluwexulo (oluyinkohliso), ukuba iNkosi yakho Ibithanda bebengazi kuyenza loo nto; bayeke ke noko bakuqambileyo.
113. (Oku kwenziwe) khon'ukuze iintliziyo zabo bangakholwayo kuBomi oBuzayo zithambekele koko (bakuqambileyo), kwanokuba bahlale (benjalo) bekholisekile kuko, ukuze benze oko bakwenzayo.
114. (Yithi Muhammad) Ndifune mgwebi wumbi na endaweni ka-Allâh, lo gama inguYe Onithumelele iNcwadi (i'Kur'ân), echaza, inike ingcombolo (yezinto). Abo Sibanike isiBhalo bayazi okokuba ityhilwe yiNkosi yakho ngenyaniso. Ke ungabi ngomnye wabo bathandabuzayo.
115. Kananjalo ilizwi leNkosi yakho lizalisekile ngenyaniso nangobulungisa. Akukho mntu unokuwatshintsha amazwi aYo. Yaye Yona nguSokuva, uSolwazi.
116. Ke kaloku ukuba ungathobela uninzi lwabo basemhlabeni baya kukulahlekisa ube kude le eNdleleni ka-Allâh. Bona akukho nto bayilandelayo ngaphandle koqash-qash, yaye akukho nto yimbi abayenzayo ngaphandle kokuxoka.
117. Inene iNkosi yakho! Yiyo eyaziyo ukuba ngubani na olahlekileyo eNdleleni yaYo, kananjalo Imazi kakuhle okwisiKhokelo (sokwenene).
118. Ke ngoko yityani (kuphela) loo nyama ekubizwe igama lika-Allâh (phezu kwayo xa ixhelwa), ukuba ngaba phofu niyakholwa kwiiVesi (zika-Allâh).

119. Niya kuthini ukungayityi (inyama) yaloo nto igama lika-Allâh libiziweyo phezu kwayo, ekubeni ukuba Yena Enichazele ngokucacileyo izinto ezingavumelekanga kuni, ngaphandle kokuba niphantsi kokunyanzeliswa yimeko? Inene baninzi abalahlekisa abantu ngeenkanuko zabo ngenxa yokuswela ulwazi. Inene iNkosi yakho Ibazi kakuhle abagabadeli.
120. Yekani izono ekuhleni nasemfihlakalweni, inene abo benza izono baya kubuyekezwa ngoko bakwenzayo.
121. Ningayidli nina loo nyama lingabizwanga igama lika-Allâh phezu kwayo (ngexesha lokuxhelwa kwayo) kuba oko kukuphambuka (ukungathobeli uAllâh). Inene amashayâtîni (ooSathana) aphembelela abahlobo bawo ukuba baphikisane nani. Ke ukuba nibathobele nina niya kuba ngabanquli zithixo.

Icandelo 15

122. Ingaba umntu owaye efile, Saza Samnika ubomi nokuKhanya ukuba ahambe kuko phakathi kwabantu uyafana na nalowo usebumnyameni engasokuze aphuncuke kubo? Ke kaloku kwenziwe kwakhangeleka kukuhle kwabangakholwayo oko bakwenzayo.
123. Kananjalo kwidolophu nganye Sibeke izaphulamthetho[13] ezinkulu zayo ukuba ziqulunqe apho kuyo, kodwa aziqulunqi nto ngaphandle kokuchasene nazo buqu kodwa aziqondi.
124. Xa kufika umqondiso (uvela kuAllâh) bathi bona, "Asiyi kukholwa thina de sifumane oko kufana noko kwanikwa[14] abaThunywa baka-Allâh". UAllâh Wazi kakuhle ukuba

13 Izaphulamthetho ezikhulu (6:123) ngabalawuli okanye abaphathi abasingela abanye abantu phantsi ngenxa yenkukhumalo ebangelwa zizikhundla namagunya abanawo phezu kwabo babalawulayo.

14 Okwafunyanwa ngabathunywa baka-Allâh, (6:124) zizibhalo ezingcwele ezatyhilwa kubo eziquka neKur'ân eZukileyo.

Awubeke phi na uMyalezo waKhe. Kungekudala abangcolileyo baza kufunyanwa lihlazo elivela kuAllâh nesohlwayo esibuhlungu ngoko babedla ngokukuqulunqa.

125. Ke lowo uAllâh Athande ukumkhokela Umvulela isifuba[15] sakhe (Amngenise) kwi-Islam, ukanti lowo Athande ukumkhokelela ekulahlekeni, Umenza isifuba sakhe sivaleke sicutheke, abe ngathi ugwencela esibhakabhakeni. Ngoko ke uAllâh Uthoba ingqumbo yaKhe phezu kwabo bangakholwayo.

126. Ke kaloku le yiNdlela yeNkosi yakho ehamba Ngqo. Sizicacisile iiVesi kubantu abaqiqayo.

127. Okwabo iya kuba likhaya loxolo eNkosini yabo, Yona Ibe nguMlondolozi wabo ngenxa yoko (kulungileyo) bakwenzayo.

128. Kananjalo ngeMini apho Aza kubahlanganisa (ndaweninye) bonke (Athi kubo), "Hini na nina bandla lee*jinni*! Baninzi enabalahlekisayo ebantwini", abahlobo bazo phakathi koluntu baya kuthi, "Nkosi yethu, sizuzile omnye[16] komnye, kodwa ngoku sifikelele esiphelweni sexesha Obe Usibekele lona". Athi Yena, "UMlilo mawube yindawo (yenu) yokuhlala, Niya kuhlala apho kuwo kude kube ngunaphakade, ngaphandle kokuba kuthande uAllâh. Inene iNkosi yakho (Muhammad) nguSobulumko, uSolwazi".

129. Ngaloo ndlela Senza abenzi bobubi babe ngabaxhasani ngenxa yoko bakusebenzelayo.

Icandelo 16

130. Hini na bandla ndini lee*jinni* nabantu! Akuzanga kufike baThunywa na bephuma phakathi kwenu, becengceleza iiVesi zaM nesilumkiso sendibano yangale Mini yenu? Baze bathi

15 Ukumvulela isifuba (6:125) kuthetha ukuba Umnika ulwazi.

16 Sizuzile omnye komnye (6:128). Oku kuthetha ukuthi ii*jinni* zazuza kubantu kanti nabantu bazuza kwii*jinni*.

bona, "Siyangqina ngokuchasene nathi". Yaba bubomi beli hlabathi obabakhohlisayo. Ke kaloku baya kunika ubungqina ngokuchasene nabo bokuba bona babengabangakholwayo.

131 Oku kungenxa yokuba iNkosi yakho Ayizitshabalalisi izizwe ngezenzo zazo ezigwenxa lo gama (abemi) bazo bengenalwazi (loMyalezo waYo).

132 Bonke baya kuba ngokwamanqanaba ngokwezenzo zabo, yaye iNkosi yakho Ayingaba Ayikwazi oko bakwenzayo.

133. Ke kaloku Yona iNkosi yakho Ayidingi nto, IneMfesane. Ithanda Inganitshabalalisa, Ize endaweni yenu Yenze abo ithande ukubenza ukuba babe ngabalandeli benu, njengoko Yavelisa nina kwinzala yabanye abantu.

134. Inene oko nikuthenjisiweyo kuza kwenzeka, yaye anisokuze nisiphephe (isohlwayo).

135. Yithi (Muhammad), "Hini na bantu bakuthi! Sebenzani ngendlela yenu, Nam ndisebenze (ngeyam) ke kaloku niza kwazi ukuba nguwuphi na kuthi oya kuba nesiphelo (esihle) ekhayeni. Inene abagabadeli abayi kuphumelela".

136. Babalela kuAllâh isabelo samasimi neenkomo Azidalileyo Yena, bathi, "Oku kokuka-Allâh, ngokokutsho kwabo, ze oku ibe kokwamahlulelane ka-Allâh." Kodwa isabelo samahlulelane ka-Allâh abo asifikeleli kuAllâh, lo gama esika-Allâh sifikelela kumahlulelane ka-Allâh abo. Ingcolile indlela abagweba ngayo.

137. Kananjalo kuninzi lwabanquli zithixo amahlulelane ka-Allâh abo enze kwabonakala kulungile kubo ukuba babulale abantwana babo, ukuze abakhokelele[17] kwintshabalalo yabo, adale indideko nasenkolweni yabo. Ukuba uAllâh Ebethanda, bebengenakuyenza loo nto. Khawubayeke nemiqambo yabo ke.

138. Kekaloku ngokokutsho kwabo bathi, "Laa nkomo nalaa nkomo nesaa sityalo azivumelekanga, akukho mntu unokuzitya ngaphandle kwalowo simvumeleyo

17 Loo mahlulelane abo (6:137) abakhokelela ekulahlekeni okuyintshabalalo.

thina ngokwethu." (Bathi) kananjalo; "Kukho iinkomo ezingavumelekanga ukusetyenziselwa ukubotshwa, neenkomo ekungabizwa gama lika-Allâh phezu kwazo (xa zixhelwa)", (batsho) bexoka ngaYe (uAllâh). (UAllâh) Uza kubavuza ngoko bakuqambileyo.

139. Kananjalo bathi, "Okusesiswini[18] salaa nkomo, nalaa nkomo kokwabangamadoda kuphela phakathi kwethu, akuvumelekanga kwabasetyhini[19] bethu, kodwa ukuba kuzelwe sele kufile wonke umntu unesabelo sakhe kuko". Yena (uAllâh) Uza kubohlwayela ukwayamanisa imithetho yobuxoki kuYe. Inene Yena nguSobulumko, Umazi weento zonke.

140. Inene baya kulahlekelwa abo babulala abantwana babo ngobudenge, bengenalwazi, bale oko uAllâh Ababonelele ngako beqamba ubuxoki ngoAllâh. Bona balahlekile ngenene yaye abazanga baba phantsi kwesiKhokelo.

Icandelo 17

141. NguYe Owenza iMiyezo ikhule, ebiyelweyo nengabiyelwanga, nemithi yeedatilisi nezityalo ezibume bahlukeneyo neencasa zazo eziziindidi ngeendidi neminquma, neerharnathi, eziluhlobo olufanayo nezahlukileyo ngokwencasa. Yityani kwiziqhamo zayo (loo mithi) yakuvuthwa kodwa nihlawule okuziimfanelo zayo (i*Zakâh* ngokwemiyalelo ka-Allâh) ngosuku lokuvunwa kwazo, kananjalo ningachithachithi ngokudyakraza inene, Yena Akabathandi abadyakrazayo.

142. Kananjalo kwizilwanyana ezifuywayo kukho ezokuthwala imithwalo, ezinye zincinane: Yityani oko uAllâh Anibonelele ngako, ningalandeli ikhondo likaShaytân kuba inene yena lutshaba lwenu olucacileyo.

18 Okusesiswini (6:139) kuthetha ubisi okanye ithole

19 Abasetyhini (6:139) ziintombi nabafazi.

143. (Thabatha) izibini zibe sibhozo zeegusha neebhokhwe zibe ngambini (inkunzi nemazi). Yithi, "Ingaba Yena Akavumelanga ezi nkunzi zimbini na nokuba zezi mazi zimbini okanye (amatakane) asezibelekweni zezi mazi zimbini kusini na? Ndichazeleni ngolwazi ukuba ninenyaniso".
144. Kwiinkamela ezimbini (inkunzi nemazi) neenkomo (inkunzi nemazi), Yithi, "Ingaba Akavumelanga iinkunzi ezi zombini na okanye ziimazi ezi okanye (ngamathole) angaphakathi ezibelekweni zezi mazi zombini kusini na? Ingaba nanikhona na nina ngethuba uAllâh Eniyalela ngako oku?" Ngubani owenza ubugwenxa ukugqitha kulowo uqamba ubuxoki ngoAllâh, ekhokelela abantu (ekulahlekeni), engenalwazi? Inene uAllâh Akabakhokeli abantu abangabagabadeli.

Icandelo 18

145. Yithi (Muhammad), "Mna koko kutyhilwe kum andifumani nto ingavumelekanga ukuba ityiwe ngulowo ufuna ukuyitya ngaphandle kwesilwanyana esizifele ngokwaso, okanye igazi elitsawulisiweyo (kwisilwanyana esihleliyo) nenyama yehagu kuba leyo iyinqambi, okanye zixhelwe ngokungenantobeko (kuAllâh), (zixhelelwe ukuba ngamadini ayiminikelo) yathixo bambi ngaphandle koAllâh. Kodwa ke lowo unyanzeliswe yimeko kungengakuzithandela kwakhe engaqhutywa lugabadelo; Inene iNkosi yakho nguMxoleli, uSozinceba.
146. Ke kaloku kwabo bangamaYuda, Senza inqambi zonke izilwanyana ezingathanga gqiphu uphuphu, Senza inqambi kananjalo amanqatha eenkomo naweegusha ngaphandle kwaloo nto ithe nca emiqolo nasemathunjini azo, okanye exubene nethambo. Sababuyekeza kanjalo ke ngobugwiliki babo. Inene Thina Sinenyaniso.

147. Ukuba amaYuda ayakuphikisa wena (Muhammad) yithi, "INkosi yenu nguMnini Nceba eBanzi, Yaye uMsindo waKhe awusokuze urhoxiswe kubantu abangabenzi bobubi".
148. Abo bathabatha amahlulelane (bawayamanise) kuAllâh baya kuthi, "Ukuba uAllâh Wayethandile sasingekhe sithabathe amahlulelane (siwayamanise) naYe, kanti noobawo bethu ndawonye nathi akukho nto sasinokuyenza inqambi (ngokuchasene neNtando yaKhe), kanye njengabo bangaphambili kunabo". (Bona bankqangisana nabaProfeti bada bangcamla uMsindo weThu.Yithi, "Ingaba ninalo nina ulwazi (ubungqina) eninokusivezela lona? Inene nina akukho nto yimbi niyilandelayo ngaphandle koqash-qash yaye akukho nto niyenzayo nina ngaphandle kokuxoka."
149. Yithi, "BukuAllâh ubungqina obufezekileyo nempikiswano, ukuba Ebethanda, Ebenokunikhokelela (eNdleleni eNgqalileyo) nonke".
150. Yithi, "Yizani namangqina enu ngaphambili, ngubani onganika ubungqina bokuba uAllâh Akakuvumelanga oku? Ukuba ke bayabunika ubungqina (obo), ungangqini nabo wena (Muhammad). Ungalandeli iminqweno yabo (yamampunge) abo bathabatha iiVesi zethu njengobuxoki bengakholwa nokukholwa kuBomi oBuzayo, bona bathabatha abanye (bathi) bayalingana neNkosi yabo.

Icandelo 19

151. Yithi (Muhammad), "Yizani Ndinicengcelezele oko iNkosi yenu Ikwenze inqambi kuni: Musani ukwayamanisa nantoni na kunqulo lwaYo, lungani, nikhathalele abazali benu; ningababulali abantwana benu ngenxa yendlala; SiThi Ababonelela nina nabo ngesixhaso, ningasondeli kuburheletya[20]

20 Uburheletya (6:151) kukukrexeza nokwabelana ngesondo kwababini kodwa bengatshatiswanga omnye nomnye ngeqhina lomtshato.

elubala nasemfihlakalweni; ningabulali mntu uAllâh Angakuvumelanga ukubulawa kwakhe ngaphandle kwesizathu esibubulungisa. Uniyalele oku nina khon'ukuze niqiqe.

152. Kananjalo ningasondeli ebutyebini beenkedama ngaphandle kokuba nifuna ukubuphucula, ade (umntwana oyinkedama) afikelele kubudala bokuba abe unamandla; Nikani umlinganiselo ogcweleyo nobunzima obupheleleyo (xa nimetayo) ngobulungisa. Thina Asithwalisi mthwalo mntu ngaphandle kwalowo anako ukumelana nawo. Kananjalo qho xa ninika uluvo lwenu thethani inyaniso enokuba ngumntu ohlobene nani kangakanani na ochaphazelekayo, nizalisekise iminqophiso ka-Allâh. Oku Uyaniyalela khon'ukuze nikhumbule.

153. Inene le yiNdlela yam ethe Ngqo, landelani yona ke nina, ningalandeli (ezinye) iindlela kuba ziya kunahlula zinikhuphe nibe kude eNdleleni yaKhe. Yena Uniyalela oku khon'ukuze nibe ngabanyulu.

154. Ke kaloku Sanika uMûsâ iNcwadi ukufezekisa (uBabalo lweThu) kwabo benza ubulungisa, Sacacisa zonke izinto ngengcombolo (yazo) nesiKhokelo neNceba khon'ukuze bakholelwe kwindibano yabo neNkosi yabo.

Icandelo 20

155. Kananjalo le yiNcwadi esikelelekileyo (i'Kur'ân) Esiyityhilileyo, ke ngoko yilandeleni noyike uAllâh khon'ukuze nizuze uBababalo.

156. (Kuba) hleze nina (ma-Arabhu angabahedeni) nithi, "INcwadi yayithunyelwe kuphela kwiimvaba ezimbini ezaba ngaphambili kunathi (amaYuda namaKhristu), kwelethu icala, thina akukho nto sasinolwazi lwayo ngoko babekufunda (kuyo)".

157. Kungenjalo hleze nithi, "Ukuba iNcwadi yayithunyelwe kuthi, besiya kuba ngabona bakhokeleleke ngokungcono kunabo

(amaYuda namaKhristu)". Ke ngoku ubungqina obucacileyo (i'Kur'ân) obuvela eNkosini yenu bufikile kuni, busisiKhokelo nenceba. Ngubani na owenza ubugwenxa ogqitha kulowo wala iiVesi zika-Allâh aze azifulathele? Siya kubabuyekeza abo bafulathela batshikilele iiVesi zeThu, ngesohlwayo esibuhlungu, ngenxa yokufulathela kwabo iiVesi zeThu.

158. Ingaba ikhona enye into abayilindeleyo ngaphandle kokuba iingelosi zisuke zibafikele, okanye iNkosi yakho ibe yiYo Ezayo, okanye ibe yimiqondiso yeNkosi yakho ezayo kubo! Mhla yafika eminye yemiqondiso yeNkosi yakho akuyi kumlungela nganto ukuba umntu (aqalise) ukukholwa ngelo xesha ukuba akakhanga akholwe kwangaphambili kunoko, engenazenzo zabulungisa azisebenzeleyo ngokholo lwakhe. Yithi, "Lindani ke! Nathi silindile".

159. Inene, Abo bahlula-hlula inkolo yabo baqhekeke, babe ziimvaba; wena (Muhammad) akunandibaniselwano nabo nangantoni na. Umcimbi wabo ukuAllâh yedwa, Oza kubaxelela oko bakwenzayo.

160. Lowo uya kuza nesenzo esilungileyo uya kukufumana kubhaliwe (egameni) lakhe okunjengaso kuphindwe kalishumi, ukanti lowo uvelisa isenzo esingcolileyo, uya kufumana imbuyekezo yako oko kuphela yaye akayi kwenziwa bugwenxa.

161. Yithi (Muhammad), "Inene iNkosi yam Indikhokelele eNdleleni ethe Tye, kwinkolo elungileyo, inkolo kaIbrâhîm umHanîfah[21] yaye yena wayengenguye omnye wabakhonzi bezithixo."

162. Yithi, "Inene i*Salâh* yam, ukuzinikela kwam, ukuphila kwam nokufa kwam kokuka-Allâh, iNkosi yamaphakade.

21 UmHanîfa (6:161) ngumntu ongaqubudiyo kwenye into, oqubuda kuAllâh kuphela, AmaHanîfa aphila kwada kwafika isiTyhilelo se'Kur'ân kuMprofeti uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, owayengumHanîfa naye phambi kokuba kutyhilwe i'Kur'ân Kuye.

163. "Yena Akanamahlulelane. Kananjalo mna ngako oku ndiyalelwe yaye mna ndingowokuqala kwabangamaMuslim".
164. Yithi, "Ndingafuna enye iNkosi ngaphandle koAllâh, lo gama Yena EyiNkosi yento zonke? Akukho mntu uzuza (isono) engasizuzeli isiqu sakhe. Kungekho mthwali wamthwalo oza kuthwaliswa (umthwalo) womnye (umntu). Kananjalo eNkosini yenu kulapho niza kubuyela khona, ke Yona Iya kunixelela ngezo ndawo naningavumelani ngazo.
165. NguYe Owanenza nazizizukulwana ezafika esinye emva kwsinye, (abanye befika endaweni yabanye). Kanajalo Yena Unenze naba kumabakala (ahlukeneyo), abanye baba ngentla kwabanye khon'ukuze Anivavanye Yena ngoko Aniphe kona. Inene Yena nguMxoleli, uSozinceba.

ISahluko 7
AL-A'RÂF (UDONGA OLUPHAKAMILEYO) 7

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Alif-Lâm-Mîm-Sâd[1]
2. INcwadi (i'Kur'ân) ithunyelwe kuwe, isifuba sakho masingacutheki ke ngenxa yoko, khon'ukuze ulumkise (abantu) ngayo, ibe yinkumbuzo kumakholwa.
3. (Yithi), "Landelani oko kutyhiliweyo kuni kuvela eNkosini yenu, ningalandeli bakhuseli bambi ngaphandle kwaKhe (uAllâh). Kuncinane oko nikukhumbulayo nina."
4. Zingaphi izixeko eSazitshabalalisayo (ngenxa yezono zazo)? Isohlwayo seThu sabafikela (ngequbuliso) ebusuku okanye besangqengqile emini (lihlab'umhlaba).
5. Akukho sikhalo basenzayo ukufunyanwa kwabo sisohlwayo seThu ngaphandle kwesi, ("Yhoo)! Inene, thina besingabenzi bobubi!"
6. Inene Siza kubabuza abo Sathumela kubo (iNcwadi) yaye Siza kubabuza nabaThunywa.
7. Kananjalo Siya kubaxelela ngako konke, ngolwazi yaye inene Asizanga khe Singabikho Thina.
8. Nokumetwa (kwezenzo esikalini ngeMini yoVuko) kuya kuba yinyaniso. Abo izenzo zabo ezilungileyo ziya kuba nzima baya kuba ngabaphumeleleyo.
9. Ke bona abo izenzo zabo (ezilungileyo) ziya kuba lula abo ngabo baya kulahlekelwa yimiphefumlo yabo kuba baya bala, baphika iiVesi zeThu.

1 Aba ngoonobumba (7:1) abangummangaliso we'Kur'ân. Akukho bani uyaziyo intsingiselo yabo ngaphandle koAllâh.

10. Yaye inene, Thina Sanimisela (ngegunya) nina emhlabeni Sanibonelela ngesixhaso [sobomi benu, (kodwa)] mncinane umbulelo eniwunikayo.

Icandelo 2

11. Yaye kananjalo Thina Sadala nina, Saninika ukumila, Saza Sathi kwiingelosi, "Qubudani kuAdam." Zaqubuda zona ngaphandle koIblîs, wala yena ukuba abe ngomnye wabo baqubudayo.
12. Wathi (uAllâh), "Yintoni na ekuthinteleyo wena (Iblîs) ukuba uqubude Ndakuba Ndikuyalele?" UIblîs wathi, "Mna ndingcono kunaye (uAdam), mna Undidale ngomlilo, yena wamdala ngodongwe."
13. Wathi (uAllâh), "Wena Iblîs! Yihla, umke apha, Ayikokwakho ukuba ukhukhumale (apha). Phuma umke (apha) kuba wena (ngoku) ungomnye wabo banyelekileyo, (bahlazekileyo).
14. (UIblîs) wathi, "Ndinike urhoxiselo lwesohlwayo kude kube (yiMini) yokuvuswa kwabo (abafileyo).
15. Wathi (uAllâh), "Wena ungomnye wabo barhoxiselweyo isohlwayo."
16. (UIblîs) wathi, "Ngenxa yokuba Undibeke ekulahlekeni, inene mna ndiya (kuncathama) ndibalalele eNdleleni yaKho ethe Tye.
17. Kananjalo xa ndibafikele, (ndabavela) ngaphambili nangemva kwabo, ekunene kwabo nasekhohlo kwabo. Wena akuyi kulufumana uninzi lwabo lunombulelo (kuWe).
18. Wathi (uAllâh), "Phuma umke apha uhlazekile ungogxothiweyo. Nabani na (ebantwini) oya kulandela wena, inene Mna Ndiya kuzalisa isiHogo ngani nonke.
19. Ke wena Adam! Hlala wena nomkakho ePaladesi, nitye nobabini apho nithande khona ukukutya kodwa, ningasondeli

kuwo lo umthi, ngapha koko nobabini niya kuba ngabagabadeli".

20. Waza uShaytân wabasebezela bobabini iingcebiso [zakhe (esenzela)] ukuveza oko kwakufihliwe kubo kuziindawo (zomzimba wabo) ezinqabileyo, wathi, "INkosi yenu Ayinalelanga nje (ukuba ningadli) kulo mthi koko nina nokusuk nib ziingelos kungenjal nib ngabaphila ngonaphakade."
21. Kananjalo (uShayatân) wafunga kubo bobabini (wathi), "Inene mna ndingomnye wabaninqwenelela okuhle nobabini ngokunyanisekileyo."
22. Wabalahlekisa ke ngoko ngenkohliso. Bathi besakukungcamla okomthi lowo, (kwasuka) oko kwakukade kufihlakele kubo kwabonakala, baqalisa ukuzigquma ngamagqabi emithi yasePaladesi (ukufihla ubuze babo). Ke kaloku iNkosi yabo yabuza kubo, "Andinalelanga na ngalo mthi, Ndanixelela kananjalo ukuba ngenene uShaytân ulutshaba lwenu olucacileyo?"
23. Bathi bona, "Nkosi yethu sizonile. Ukuba Awunakusixolela Wena, Usenzele iNceba evela kuWe, inene thina siya kuba ngabalahlekelwa."
24. Wathi (uAllâh), "Yihlani phantsi, omnye kuni uya kuba lutshaba lomnye. Emhlabeni kuya kubakho indawo yokuhlala kwenu neyolonwabo okwethutyana."

Icandelo 3

25. Wathi "Apho niya kuphila, ukanti apho niya kufa, nize apho nikhutshwe (ngoMhla woVuko)."
26. Hini na Bantwana baka-Adam! Sininike isambatho nina sokuba nizigqume (ubuze benu) kwanokuba sibe sisihombo, ukanti isambatho sokoyika uAllâh, sisona silungileyo. Leyo yeminye yemiqondiso ka-Allâh khon'ukuze bakhumbule.

27. Hini na Bantwana baka-Adam, musani ukumvumela uShaytân anikhohlise, njengoko (wakhohlisa) abazali benu wabakhupha ePaladesi, ebahluba izambatho zabo, ebabonisa ubuze babo. Inene yena nohlanga lwakhe bayanibona bona apho ningekhe nibabone khona nina. Inene Senze amashayâtîni ukuba abe ngabahlobo babo bangakholwayo.
28. Kananjalo xa (abangakholwayo) besenza okumasikizi, bathi, "Savela oobawo bethu besenza oku, noAllâh Usiyalele ukuba sikwenze nathi". Yithi wena, "Nakanye, uAllâh Asokuze Ayalele okumasikizi, Kanti nithetha eningakwaziyo na ngoAllâh?"
29. Yithi (Muhammad), "Eyam iNkosi Iyalele ubulungisa (Yathi) kananjalo jongisani ubuso benu kuYo Yodwa kuzo zonke iindawo zonqulo, emithandazweni, nibize kuYo Yodwa nenze inkonzo yenu ibe yenyanisekileyo kuYo, njengoko Yayinivelisile ekuqalekeni niya kubuyiswa nisekwanjalo."
30. Iqela elithile (labantu) Ulikhokele, ukanti iqela elithile labo lifanelwe kukuba libe sekulahlekeni, (ngokuba) bona bathabatha amashayâtîni ukuba abe ngabalondolozi babo endaweni ka-Allâh, becinga ukuba bakhokelelekile.
31. Hini na Bantwana baka-Adam! Thabathani ubuhomba benu xa nisezimasjid, nitye nisele kodwa ningenzi inkcitho ngokudyakraza. Inene uAllâh Akabathandi abo banenkcitho.

Icandelo 4

32. Yithi (Muhammad), "Ngubani owalela ukwambathwa kweempahla azinikwe nguAllâh, Azivezele izicaka zaKhe, nezinto ezilungileyo ezikukutya?" Yithi, "(Ezi) zinto zikobu bomi balo mhlaba ukuba zibe zezabo bakholwayo, zezibe zezabo kuphela ngoMhla woVuko". Sizichaza kanjalo ke iiVesi zeThu kubantu abanolwazi.

33. Yithi (Muhammad), “Izinto Ezingavumelekanga, eNkosini yam zizenzo zokungcola enokuba zenziwe elubala na okanye ekhusini, izono (zonke) zikukungcola, ingcinezelo nokwayamanisa izithixo kuAllâh Yena Angakhanga Anike mvume ngako, nokuthetha izinto ngoAllâh eningenalwazi ngazo.
34. Uluntu ngalunye lunexesha elimiselwe lona, Lisakufika (ixeshaelo) alungekhe lulibuyise umva lungekhe luligqithisele ngaphambili nangeyure enye.
35. Hini na Bantwana baka-Adam! Xa kufika abaThunywa bephuma phakathi kwenu, becengceleza iiVesi zaM kuni, lowo uya kuba nyulu, abe lilungisa, kwabo (banjalo) akuyi kubakho koyika kungayi kubakho kuxhalaba.
36. Ke abo bangazamkeliyo iiVesi zeThu, (basuke) bazithathe ngenkukhumalo, baya kuba ngabahlali baseMlilweni, baya kuhlala apho (ngonaphakade.)
37. Ngubani na intswela bulungisa egqitha lowo uqamba ubuxoki ngoAllâh okanye ale iiVesi zaKhe? Kwabanjalo isabelo sabo abasibekelweyo siya kubafumana sivela eNcwadini (yemimiselo), zide iziThunywa[2] zeThu zifike kubo zize kuthabatha imiphefumlo yabo, ke zona (izithunywa) ziya kuthi, “Baphi na abo nanidla ngokubiza kubo nibanqule ngaphandle koAllâh?” Baya kuphendula bona bathi, “Banyamalele basishiya (sedwa)”. Baya kungqina ngokuchasene neziqu zabo bona, okokuba babe ngabangakholwayo.
38. Uya kuthi (uAllâh kubo), “Ngenani ke ebandleni lezizwe ezanandulelayo, (izizwe) zabantu nee*jinni*, eMlilweni”. Ngalo lonke ixesha kungena isizwe esitsha, (singena) siqalekise isizwe esingumsakwaso esasingaphambili kunaso bade bonke

2 Ezi zizithunywa zezulu (7:37), iingelosi ke ukutsho, abanye abantu baye benze impazamo yokuthi uMprofeti sisithunywa kanti isithunywa yingelosi nomntu nje othunywe ngomnye umntu kuthiwa sisithunywa okanye isidyoni yena uMprofeti akasosithunywa koko nguMthunywa.

bahlanganiswe eMlilweni. Abokugqibela kubo baya kuthi ngabokuqala; "Nkosi yethu! Aba basilahlekisa, ke ngoko banike isohlwayo esiphindwe kabini soMlilo". Athi Yena (uAllah), "Ngamnye kuni apho unesohlwayo esiphindwe kabini koko nina anazi."

39. Abokuqala kubo baya kuthi kwabokugqibela: "Naningekho ngcono kunathi, ke ngoko ngcamlani isohlwayo soko nakusebenzelayo".

Icandelo 5

40. Inene abo baphikisa iiVesi zeThu, bazithabathe ngenkukhumalo, kubo amasango ezulu akayi kuvulwa, yaye abayi kuyingena iPaladesi de inkamela ingene emthunjeni wenalithi. Sibabuyekeza kanjalo ke abenzi bobubi.
41. Okwabo esiHogweni iya kuba ngumandlalo (woMlilo), ize phezu kwabo ibe zizigqubuthelo (zoMlilo wesiHogo). Sibabuyekeza kanjalo ke abenzi bobubi.
42. Ke bona abo bakholwayo, benza imisebenzi elungileyo Thina Asimthwalisi umntu umthwalo ongaphezulu kunalowo anokumelana nawo. Abo ke iya kuba ngabahlali basePaladesi. Baya kuhlala apho (ngonaphakade.)
43. Kananjalo Siya kususa nayiphi na inzondwano ezintliziyweni zabo, lo gama imilambo iya kumpompoza phantsi kwabo, baya kuthi, "Ukudunyiswa kokuka-Allâh Osikhokeleyo saba lapha, besingekhe sisifumane isiKhokelo, ukuba uAllâh Ebengakhanga Asikhokelele Yena! Inene abaThunywa beNkosi yethu beza nenyaniso". Kuya kumenyezwa kubo kuthiwe, "Le yiPaladesi eniyinikwe ukuba ibe lilifa ngemisebenzi (elungileyo) enayenzayo."
44. Ke kaloku abahlali basePaladesi baza kukhwaza abahlali baseMlilwen (bathi), "Thin sikufumen kuyinyaniso oko sakuthenjiswa yiNkosi yethu; ingaba nani nikufumene

kuyinyaniso oko iNkosi yenu yanithembisa ngako?" Baya kuthi bona, "Ewe." Umkhwazi uya kumemeza phakathi kwabo, "Isiqalekisosika-Allâh masibe phezu kwabagabadeli."

45. Abathintela abantu ukuba bangangeni eNdleleni ka-Allâh, bezama ukuyenza ibonakale igoso, bona bengakholwa kuBomi oBuzayo.

46. Kananjalo phakathi kwabo kuya kubakho (umsantsa), umkhusane kuze kwiindonga eziphakamileyo kubekho abantu (Abazenzo zabo ezilungileyo zilingana nezenzo zabo ezigwenxa) abaza kubazi bonke (abahlali basePaladesi nabasesiHogweni) ngeempawu zabo. Baya kumemeza kubantu basePaladesi, *"Salâmun 'alaykum* (uxolo malube phezu kwenu)" ngelo xesha bona abantu abaphezu kweendonga eziphakamileyo) baya kuba bengekangeni (ePaladesi) kodwa baya kuba benethemba lokuyingena ngokuqinisekileyo.

47. Baya kuthi xa amehlo abo ejongiswa ngakubantu baseMlilweni, bathi, "Nkosi yethu! Ungasihlalisi nabantu abangabagabadeli."

Icandelo 6

48. Baze abantu abaphezu kweendonga eziphakamileyo babuze kubantu basesiHogweni ababaziyo ngeempawu zabo, bathi, "Ncedo luni na enaluzuza kubuninzi benu nenkukhumalo yenu?

49. Ingaba aba ngabo nanifunga nisithi uAllâh Akasokuze Abenzele nceba? (Kuya kuthiwa kubo), "Ngenani ePaladesi, kungabikho loyiko kuni ningabi nalo nexhala."

50. Abahlali baseMlilweni baya kubiza kubahlali basePaladesi: "Khanigalele phezu kwethu amanzi nokuba yintoni na eniphiwe yona nguAllâh." Baya kuthi bona, "Zombini (amanzi noko sikuphiweyo), uAllâh Uzalele kwabangakholwayo."

51. Abathabatha inkolo yabo bayenza into yokuhlekisa nendlalo, ubomi beli hlabathi bubakhohlisile." Nathi ke ngayo le Mini Siya kubalibala njengoko nabo baya bayilibala indibano yale Mini, kanye njengoko baya bazala iiVesi zeThu.
52. Inene Thina Sibanikile iNcwadi (i'Kur'ân), esele Siyicacisile ngolwazi, (yona) isisiKhokelo neNceba kubantu abakholwayo.
53. Ingaba sele belindele inzaliseko yokugqibela yesiganeko na? NgeMini inzaliseko yesiganeko ifezekiswa[3], abo babengayikhathalelanga ngaphambili baza kuthi, "Inene, uMthunywa weNkosi yethu wayezile nenyaniso, ngoku ingaba bakhona na abathetheleli bethu khon'ukuze basithethelele? Okanye mhlawumbi siza kubuyiselwa emva (kubomi basemhlabeni) khon'ukuze sikwazi ukuveza izenzo ezingezizo ezo sasikade sizenza?" Inene, bona balahlekelwe yimiphefumlo yabo ukanti oko babedla ngokukuqamba kubashiyile kwemka kubo.

Icandelo 7

54. Inene iNkosi yenu nguAllâh, Owadala amazulu nomhlaba ngeentsuku ezintandathu, Waza Waphakamela ngentla kweTrone. Wenza ubusuku bube sisigqubuthelo semini engxamayo ukubulandela, kanti (Yena Wadala) ilanga, inyanga neenkwenkwezi ziphantsi komyalelo waKhe. Inene, Yena yeyaKhe indalo nomthetho. Usikelelekile uAllâh, iNkosi yamaphakade!
55. Bizani (Celani) eNkosini yenu ngokuzithobileyo, emfihlakalweni. Yona Ayibathandi abangabagabadeli.
56. Kananjalo ningabenzi ubutshinga emhlabeni, emveni kokuba ucwangciswe ngendlela, Bizani kuYe ngoloyiko

3 Ukufezekiswa kwaloo Mini (7:53) kukufika kwayo. Ukanti nemini umntu afa ngayo kukufezekiswa kwayo ngokuba incwadi yakhe iyavalwa kungabe kuphinde kubhalwe, yena ahlale kwelabafileyo elindele uMgwebo.

nethemba. Inene, inceba ka-Allâh isoloko ikufutshane kubenzi bokulungileyo.

57. Kananjalo nguYe Othumela imimoya ukuba ibe zizandulela zeendaba ezivuyisayo, (le mimoya) ihambe phambi kweNceba yaKhe de ithwale ilifu lemvula Thina Siyiqhubele emhlabeni ofileyo Senze amanzi ehle phezu kwawo. Sivelise ngawo zonke iintlobo zeziqhamo. Kanye ngolo hlobo ke, Siya kubavusa abafileyo, khon'ukuze nikhumbule kungenjalo (nihlale) nilumkile.

58. Izityalo zomhlaba olungileyo zihluma (lula) ngemvume yeNkosi yazo; ke wona ongalunganga, awuvelisi nto koko [iba yintwana encinane (oyivelisa)] kanzima. Siyicacisa kanjalo ke imiqondiso ebantwini abanika umbulelo.

Icandelo 8

59. Inene, Thina Sathuma uNûh[4] ebantwini bakubo wathi (kubo), "Hini na Bantu bakuthi! Khonzani uAllâh! Aninathixo wumbi ngaphandle kwaKhe. Mna ndoyikisela nina kwisohlwayo seMini enkulu!"

60. Iinkokeli zabantu bakubo zathi, "Inene, thina sibona wena usekulahlekeni okucacileyo."

61. Wathi yena, "Hini na bantu bakuthi! Akukho kulahleka kum, koko mna ndinguMthunywa ovela kwiNkosi yamaphakade!"

62. "Mna ndivakalisa iMiyalezo yeNkosi yam kuni, ndininika icebiso. Kananjalo mna ndiyakwazi okuvela kuAllâh eningakwaziyo nina."

63. "Ingaba iyanimangalisa na into yokuba kufike inkumbuzo evela eNkosini yenu ngendoda ephuma phakathi kwenu, eze kunilumkisa ukuze noyike uAllâh nifumane neNceba (yaKhe)?"

4 UNûh (7:59) nguMprofeti uNowa.

64. Kodwa bamphikisa, Saza Thina Samsindisa yena ndawonye nabo babe kunye naye enqanaweni, Sabatshonisa emanzini abo baphikisa imiqondiso yeThu. Inene bona baba ziimfama (zokwenene).

Icandelo 9

65. Kubantu bakawa-'Ad (Sathumela) umntakwabo uHûd wathi kubo, "Hini na bantu bakuthi! Nqulani uAllâh! Aninathixo wumbi ngaphandle kwaKhe, ingaba animoyiki na nina (uAllâh)?"
66. Abaziinkokeli kwabo babengakholwa kubantu bakubo bathi, "Inene thina sibona ubudenge apha kuwe yaye inene, thina sicinga ukuba ungomnye wamaxoki."
67. (UHûd[5]) wathi, "Hini na bantu bakuthi! Akukho budenge kum, koko mna ndinguMthunywa ovela eNkosini yamaphakade!
68. Mna ndinivakalisela iMiyalezo yeNkosi yam, kananjalo mna ndingumcebisi wenu othembekileyo.
69. Ingaba iyanimangalisa na into yokuba kufike kuni inkumbuzo evela eNkosini yenu ngendoda ephuma phakathi kwenu, eze kunilumkisa? Khumbulani kananjalo okokuba Yona (iNkosi yenu) Yanenza naba ngabalandeli emva kwabantu bakwaNûh, Yanandisa kananjalo ngobude. Ke kaloku khumbulani izibabalo (enaziphiwayo) zivela kuAllâh ukuze nibe nempumelelo."
70. Bathi bona, "Ingaba wena uze kuthi ukuba sikhonze uAllâh Yedwa sishiye oko kwakukhonzwa ngoobawo bethu? Wena yiza ke naloo nto usigrogrisa ngayo ukuba uthetha inyaniso."
71. (UHûd) wathi, "Isohlwayo nengqumbo sele ihlile phezu kwenu ivela eNkosini yenu. Niphikisana nam na ngamagama (ezithixo zenu) enazithiya ngokwenu noobawo benu

5 UHûd (7:67) nguMprofeti uEber.

ningenagunya livela kuAllâh? Lindani ke, nam ndiya kuba kunye nani nabo balindileyo."

72. Samsindisa yena ndawonye nabo babekunye naye ngenceba evela kuThi, Sazinqumla iingcambu zabo baphikisa iiVesi zeThu kananjalo babengengomakholwa bona.

Icandelo 10

73. Kubantu bakwaThamûd Sathumela umzalwana wabo uSâlih[6], Wathi kubo, "Hini na bantu bakuthi! Nqulani uAllâh! Aninathixo wumbi ngaphandle kwaKhe. Inene umqondiso ocacileyo ufikile[7] kuni, uvela eNkosini yenu. Le mazi yenkamela ka-Allâh ngumqondiso kuni; ke ngoko yiyekeni izidlele ingca emhlabeni ka-Allâh; ningayichukumisi ngabubi, (kuba) hleze nihlelwe sisohlwayo esikhulu.
74. Yabonani! Yena Wanenza ukuba nibe ngabalandeli babantu bakwa-'Ad, Waninika iindawo zokuhlala emhlabeni, nazakhela iindawo emathafeni, naqingqa izindlu (zenu) ezintabeni. Ke kaloku khumbulani iziBele zika-Allâh, kananjalo ningahambi nisenza ubutshinga emhlabeni."
75. Iinkokeli zabo babezizikhukhumali phakathi kwabantu bakubo zathi kwabo babethathwa ukuba abanamandla ababekholwa, "Ingaba niyayazi na into yokuba uSâlih ungumntu othunyiweyo ovela eNkosini yakhe?" Bathi bona: "Siyakholwa thina ngenene kuko oko akuthunyiweyo."
76. Abo babezizikhukhumali bathi, "Inene, thina asikholwa koko nikholwa kuko nina."
77. Bayinqumla imisipha ke, (bayibulala) imazi yenkamela baba nendelelo, abawuthobela umyalelo weNkosi yabo, bathi,

6 USâlih (7:73) nguMprofeti uMethusela.

7 Umqondiso awayethetha ngawo apha (7:73) yayingummangaliso wokuvela kwemazikazi enkulu yenkamela iphuma phakathi elityeni elikhulu.

"Wena Sâlih! Yiza kaloku nezoyikiso zakho ukuba ungomnye wabaThunywa (baka-Allâh)."

78. Ke kaloku inyikima yabafumana, balala (bafa) waca badunduluza emizini yabo.
79. USâlih wemka kubo, wathi, "Hini na bantu bakuthi! Mna ndiwuvakalisile ngenene uMyalezo weNkosi yam kuni, ndaninika icebiso elilungileyo kodwa nina anibathandi abacebisi abalungileyo.
80. Kananjalo uLût wathi kubantu bakubo, "Ingaba nenza esona sono sibi esingazanga senziwe mntu kwabangaphambili kuni ehlabathini na?
81. Inene nina nanelisa iinkanuko zenu emadodeni endaweni yabafazi. Inene! Nina ningabantu abagabadele batsiba imida."
82. Impendulo yabantu bakubo yaba kukuba bathi, "Bakhupheni nibagxothe bemke esixekweni senu, aba inene ngamadoda afuna ukuzenza ngcwele."
83. Ke Thina Samsindisa yena nosapho lwakhe, ngaphandle komfazi wakhe, yena waba ngomnye wabo basala ngasemva.
84. Saza Sathoba imvula (yamatye). Khawujonge ke ukuba saba yintoni na isiphelo sabenzi bokungcola.

Icandelo 11

85. Kubantu bakwaMidiyani, (Sathumela) umzalwana wabo uShu'ayb. Yena wathi (kubo), "Hini na bantu bakuthi! Nqulani uAllâh! Aninaye omnye uthixo ngaphandle kwaKhe." Inene umqondiso ocacileyo ovela eNkosini yenu ufikile kuni; ke nikani umlinganiselo wesikali opheleleyo nobunzima obupheleleyo, ningaboni abantu ezintweni zabo, ningenzi butshinga emhlabeni emva kokuba ucwangciswe ngendlela, oko kolunga kuni, ukuba ningamakholwa.
86. Kananjalo musani ukuhlala ezindleleni zonke, nigrogrisa, nithintela abo bakholwayo kuYe (uAllâh) bangangeni

eNdleleni ka-Allâh, nifune ukuyenza goso-goso. Khumbulani kananjalo okokuba nanibambalwa Waza Wanandisa nina. Khangelani nibone okokuba saba yintoni na isiphelo sabenzi bobubi.

87. "Ke kaloku ukuba (apha kuni) kukho iqela labakholwayo koko mna ndikuthunyiweyo kuze kubekho iqela labo bangakholwayo, lindani ke nibe nomonde Ade uAllâh Agwebe phakathi kwethu, yaye Yena UngoYena Mgwebi Ulungileyo."

Isiqendu 9

88. IiNkosi zabo babezizikhukhumali phakathi kwabantu zathi, "Inene thina siya kukukhupha esixekweni sethu Shu'ayb, ndawonye nabo bakholwa kunye nawe, okanye nonke buyelani kwinkolo yethu." Wathi yena, "Nokuba siyichasile na?

89. Siya kuba siqambe ubuxoki ngokuchasene noAllâh ukuba singabuyela enkolweni yenu, emva kokuba uAllâh Esihlangule kuyo. Yaye ayikokwethu ukubuyela kuyo ngaphandle kokuba uAllâh iNkosi yethu Uthandile. INkosi yethu Iziqulethe zonke izinto kulwazi lwaYo. Thina sibeke ithemba lethu kuAllâh (Yedwa). 'Nkosi yethu! Gweba phakathi kwethu nabantu bakuthi ngenyaniso, kuba Wena UngoYena Ulungileyo kwabo bawisa isigwebo."

90. Abaziinkosi kwabo babengakholwa phakathi kwabantu bakubo bathi kubantu babo, "Ukuba nithe nalandela uShu'ayb, qinisekani kwinto yokuba niya kuba ngabalahlekelwa!"

91. Ke kaloku inyikima yabahlasela, balala waca (bafa) bequngquluzile emakhayeni abo.

92. Abo babephikisa uShu'ayb baba ngathi abazanga bahlala apho. Abo babephikisa uShu'ayb baba ngabalahlekelwa.

93. Emkile ke uShu'ayb kubo wathi, "Hini na bantu bakuthi! Mna ndiwuvakalisile uMyalezo weNkosi yam kuni, ndaninika icebiso elilungileyo. Ndiya kuthini na ke ngoko ukuba lusizi ngentshabalalo yabantu abangakholwayo."

Icandelo 12

94. Kananjalo Akukho Mprofeti Sakha Samthumela nakwesiphi na isixeko (bangamphikisi) kodwa Sabahlasela abantu baso (isixeko eso) ngentsokolo yobuhlwempu obunzima nelahleko yempilo, khon'ukuze bazithobe (baguquke).
95. Saza saguqula okungendawo kwaba kokulungileyo, bada banda ngobuninzi nasebutyebini, bathi, "Oobawo bethu bachukunyiswa kokungendawo nokulungileyo." Sabahlasela ke Thina ngequbuliso bengalindelanga.
96. Ke kaloku ukuba abantu bezixeko babekholiwe baba noloyiko (luka-Allâh), inene Thina SaSiya kubavulela iintsikelelo ezivela ezulwini nasemhlabeni, kodwa basuka babaphikisa (abaThunywa) Sabahlasela ke Thina ngoko babekwenza.
97. Ingaba abantu bezixeko babeziva bekhuselekile na ngokuchasene nokuza kwesohlwayo seThu (kubo) ebusuku lo gama babesalele?
98. Makube mhlawumbi abantu bezixeko babeziva bekhuselekile na ngentlazane lo gama babesadlala, (bonwabile)?
99. Ingaba babeziva bekhuselekile na ngokuchasene necebo lika-Allâh? Akukho bani uziva ekhuselekile ngokuchasene necebo lika-Allâh ngaphandle kwabantu abangabalahlekelwa.

Icandelo 13

100. Kanti akude kucace na kwabo bawuphila ilifa umhlaba belandela emva kwabangaphambili kubo ababekuwo, okokuba, ukuba SaSithandile, ngeSaSibohlwayile ngezono zabo. Kananjalo Thina Siyazitywina iintliziyo zabo khon'ukuze bangeva nto.
101. Ezo zizixeko eSibalisa ibali lazo kuwe (wena Muhammad). Ke kaloku Inene kwafika abaThunywa bazo kuzo benemiqondiso ecacileyo, kodwa bona babengekhe bakholwe koko babesele

bekwalile kwantlandlolo. Uzitywina kanjalo ke uAllâh iintliziyo zabangakholwayo.

102. Ke kaloku uninzi lwabo Salufumana lungenanyaniso kwiminqophiso yalo, endaweni yoko uninzi lwabo Salufumana ngenene lungabenzi bobubi.
103. Emva kwabo ke Sathumela uMûsâ nemiqondiso yeThu kuFir'awn neenkosi zakhe, kodwa ngobugwenxa (babo) azanga bayamkele. Jonga ke ukuba sabanjani na isiphelo sabenzi bobutshinga.
104. Ke kaloku uMûsâ wathi, "Hini na Fir'awn! Inene mna ndinguMthunywa ovela kwiNkosi yamaphakade."
105. Kolunga kum ukuba ndingathethi ngoAllâh koko ibe yinyaniso kuphela. Mna ndize kuwe ndisuka eNkosini yakho nomqondiso ocacileyo. Ke khulula aBantwana bakwaSirayeli bahambe nam."
106. UFir'awn wathi, "Ukuba uze nomqondiso, yiza nawo ngaphambili siwubone, ukuba ungomnye wabo banenyaniso."
107. Wajula intonga yakhe uMûsâ, khangela ke! (Nantso) iba yinyoka ngokucacileyo!
108. Waza wakhupha isandla sakhe, khangela ke (naso) sisiba mhlophe kwababesibukele.

Icandelo 14

109. Iinkosi zabantu bakwaFir'awn zathi, "Inene lo, yingcungela yomenzi wemilingo.
110. Yena ufuna ukunikhupha ezweni lenu, nicebisa ntoni na ke nina ngaye?"
111. Bathi bona, "Mbekeni yena nomntakwabo bucala (okwethutyana), nithumele izigidimi ezixekweni ukuba ziqokelele,
112. Zize nazo kuwe zonke iingcaphephe zokwenza imilingo.

113. Bafika ke abenzi bemilingo kuFir'awn bathi, "Ingaba siya kuba nomvuzo omhle na ukuba sibe ngaboyisileyo?"
114. Wathi yena (uFir'awn), "Ewe nje, ngapha koko nina niya kuba ngabasondeleyo kum (ngokwesikhundla)."
115. Bathi bona, "Hini na Mûsâ! Ingaba nguwe okanye sithi na abaza kuqala bajule?"
116. Wathi yena, "Julani (kuqala)." Bajula ke, bawathakatha amehlo abantu, bafaka uloyiko kubo, babonisa umlingo omkhulu (apho).
117. Ke Thina Satyhila kuMûsâ (okokuba), "Jula eyakho intonga." Khangela! Yabuginya ngoko nangoko bonke ubuxoki ababebubonisa (apho).
118. Ngaloo ndlela yaba ke inyaniso iyangqineleka, kwaza konke oko babekwenzile akwabi nto yanto.
119. Ke kaloku baba ngaboyisiweyo, bemka apho behlazekile.
120. Abenzi bemilingo bawa phantsi baqubuda.
121. Bathi, "Siyakholwa thina kwiNkosi yamaphakade."
122. "INkosi kaMûsâ noHârûn."
123. UFir'awn wathi, "Nikholwe kuye ndinganinikanga mvume kusini na? Inene le, eli liqhinga eniliqulunqileyo esixekweni ukuze nikhuphe abantu baso (kuso), kodwa niza kwazi kungekudala.
124. Inene mna ndiya kuninqumla izandla zenu neenyawo ngokuphikisana kwamacala (isandla sokunene nonyawo lokhohlo), ndize ndinibethelele emnqamlezweni nonke."
125. Bathi bona, "Inene thina siya kubuyela eNkosini yethu."
126. Wena (Fir'awn) uyaziphindezela kuthi ngenxa yokuba sikholiwe kwimiqondiso yeNkosi yethu ethe yafika kuthi! Nkosi yethu thulula phezu kwethu ukunyamezela, usenze kananjalo sife singamaMuslim."

Icandelo 15

127. Iinkosi zabantu bakwaFir'awn zathi, "Ingaba uza kumyeka na uMûsâ nabantu bakhe basasaze ubutshinga ezweni, akushiye wena noothixo bakho?" (UFir'awn) wathi: "Thina siza kubulala oonyana babo, sishiye iintombi zabo ziphila yaye thina inene sinamandla angenakuphikiswa. ngaphezu kwabo."
128. UMûsâ wathi kubantu bakubo, "Funani uncedo kuAllâh, nibe nomonde. Inene, umhlaba ngoka-Allâh. Uwunika lowo Athande ukumnika kwizicaka zaKhe. Ukuba ube lilifa kuye, kananjalo isiphelo esihle sesabahlonela (uAllâh)."
129. Bathi bona, "Thina sifumene ubunzima phambi kokuba wena uze kuthi, kanti kusenjalo nangoku sele wena ufikile kuthi." Wathi yena, "Kungenzeka ukuba iNkosi yenu Izitshabalalise iintshaba zenu, Ize yenze nina nibe ziindlalifa emva kwazo ehlabathini, ukuze Inijonge ukuba niya kuqhuba njani na nina."

Icandelo 16

130. Kananjalo Sabohlwaya abantu bakwaFir'awn ngeminyaka yembalela nonqongophalo lweziqhamo (nezityalo) khon'ukuze bakhumbule (baqiqe).
131. Kodwa maxa onke kufika okulungileyo kubo babedla ngokuthi, "Oku kokwethu," ze xa behlelwe kokubi bakuthabathe ukuba ngumhlola (weshwangusha) odibene noMûsâ nabo bakunye naye. Nakanye, inene imihlola yabo ivela kuAllâh, koko abaninzi kubo abazi.
132. Bathi kuMûsâ, "Enokuba ungeza nowuphi na umqondiso khon'ukuze wenze ubugqi kuthi, asisokuze sikholwe kuwe thina."
133. Ke kaloku Sathumela inyhikityha yokufa kubo, iinkumbi, iintwala, amasele, negazi ukuba zibe yimiqondiso ecace

gca kubo kodwa bona bathi gqolo ukuba nenkukhumalo, kananjalo bona baya babangabo bangabenzi bobubi.

134. Ke kaloku sathi isohlwayo sisakuba phezu kwabo, (baqala) bathi, "Hini na Mûsâ sicelele eNkosini yakho ngenxa yesithembiso saYo kuwe. Ukuba usisusile isohlwayo kuthi, thina siya kukholwa kuwe inene nangeyaniso, yaye siya kubakhulula aBantwana bakwaSirayeli bahambe nawe."

135. Kodwa Sathi Sisakusisusa isohlwayo kubo ixesha elimiselweyo ekwakufuneke befikelele kulo, khangela ke! Basaphula isithembiso sabo.

136. Sathabatha impindezelo Thina kubo. Sabatshonisa elwandle, kuba baphikisa imiqondiso yeThu ababi nankathalo ngayo.

137. Kananjalo Senza abantu ababecingelwa ukuba akukho yabo, yangabo abaphila ilifa iziphaluka zomhlaba eziseMpumalanga neziphaluka zawo eziseNtshonalanga eSasizisikelele. Ke kaloku ilizwi elilungileyo leNkosi yakho lazaliseka kuBantwana bakwaSirayeli, ngenxa yokunyamezela kwabo. Kananjalo Sayitshabalalisa yaphela nya imisebenzi emikhulu nezakhiwo zakwaFir'awn ezazakhiwe ngabantu bakhe.

138. Sabuyisa aBantwana bakwaSirayeli ngokunqumla ulwandle, (endleleni) badibana nabantu ababezinikele kunqulo lwabo lwezithixo. Bathi (aBantwawa bakwaSirayeli), "Hini na Mûsâ senzele nathi uthixo njengoko nabo benoothixo." Wathi yena: "Inene, nina ningabantu abangazi nto."

139. "Aba bantu baza kutshatyalaliswa ngenxa yale nto bazinikele kuyo. Yaye yonke imisebenzi yabo ayinto yanto."

140. Wathi yena: "(Nina nithi) mandinifunele omnye uthixo ngaphandle koAllâh, ekubeni Yena Enenze nangentla kunendalo yonke?"

141. Yabonani Thina Sanihlangula kubantu bakwaFir'awn, ababeningcungcuthekisa ngesona sibi isohlwayo, bebulala oonyana benu bashiye abasetyhini benu, olo lwaba luvavanyo olukhulu oluvela eNkosini yenu.

Icandelo 17

142. Ke kaloku satyumbela uMûsâ iintsuku ezingamashumi amathathu, Saza Songeza nezinye ezilishumi, walifeza ke uMûsâ ithuba (elo wayelityunjelwe) yiNkosi yakhe leentsuku ezingamashumi amane. Wathi uMûsâ kumntakwabo uHârûn: "Thabatha indawo yam wena kubantu bakuthi, wenze (izinto) ngeNdlela eLungileyo, ungalandeli indlela yabenzi bobubi."
143. Ekufikeni kukaMûsâ endaweni (leyo) yeThu nangexesha elalimiselwe SiThi, iNkosi yakhe Yathetha naye; wathi yena: "O Nkosi yam! Ndibonise uBuqu baKho khon'ukuze ndikubone." Wathi uAllâh, "Awunako ukuNdibona Mna, kodwa jonga intaba (le); ukuba ithe yema ngxishi endaweni yayo, uya kuNdibona ke." Yathi iNkosi yakhe Isakuvela entabeni, Yayenza yasabalaka yaba luthuli, uMûsâ wawa, wafa isiqaqa. Ke kaloku wathi esakubuyela ezingqondweni zakhe: wathi, "Uzuko malube kuWe, mna ndiguqukela kuWe yaye mna ndingowokuqala kwabo bakholwayo."
144. UAllâh Wathi, "Hini na Mûsâ, Mna Ndikukhethile wena phezu kwabantu, ngemiyalezo yaM nangokuthetha kwaM (kuwe) ke kubambe nkqi oko Ndikunike kona, kananjalo ube ngomnye wabo banombulelo."
145. Ke kaloku Sambhalela isifundo emacwecweni esiza kuboniswa kuzo zonke izinto nengcaciso yezinto zonke. Bambelela ke kwezi (mfundiso) womelele ngamandla, Uyalele abantu bakuni kananjalo ukuba bathabathe okulungileyo apho (kwezo mfundiso). Mna ndiya kunibonisa ikhaya labenzi bobubi.
146. Ndiya kubajika bemke kwimiqondiso yaM abo baziphatha ngenkukhumalo emhlabeni, ngokungekho lungelweni, kananjalo xa beyibona imiqondiso abayi kukholwa kuyo. Naxa bebona iNdlela yobungcwele abayi kuyithabatha njengendlela, kodwa xa bebona indlela yobugwenxa baya kuyithabatha

loo ndlela, oku kungenxa yokuba beyalile imiqondiso yeThu bengenankathalo ngayo.

147. Ke kaloku abo baphika iiVesi zeThu nendibano yakwelizayo, ayinto yanto imisebenzi yabo. Ingaba ikhona na enye into abaza kubuyekezwa ngayo ngaphandle koko babekwenza?

Icandelo 18

148. Kananjalo abantu bakaMûsâ akungabikho (uMûsâ) bazenzela umfanekis (oqingqiweyo) wethol ngezachol zabo elalinesandi (elalisenza). Babengaboni na ukuba lalingekhe likwazi ukuthetha lingekhe libakhokele nokubakhokela eNdleleni ethe Tye? Balithatha (balinqula) lona baza baba ngabenzi bobubi.

149. Bathi ukuzisola kwabo sele bebona ukuba basekulahlekeni, (baqala) baguquka bathi, "Ukuba iNkosi yethu Ayinakuba nanceba kuthi, Isixolele, siya kuba ngabalahlekelwa."

150. Ke kaloku ekubuyeni kukaMûsâ ebuyela kwabakubo, enomsindo, ekhathazekile, wathi, "Yini na ukuba nenze into engcole kangaka[8] ndakungabikho, nikhawuleze nangxama na naya phambili ngokuphathelene nomcimbi weNkosi yenu?

"Waza yena wawalahla phantsi amacwecwe, wabamba umntakwabo ngeenwele wamtsalela kuye. UHârûn wathi: "Hini na mntwana kamama! Inene abantu bandithabathe njengomntu ekungekho yakhe yaye bebesele beza kundibulala, musa ke ngoko ukwenza iintshaba zigcobe ngam, ungandidibanisi kananjalo mna nabantu abangabenzi bobubi."

151. UMûsâ wathi, "O Nkosi yam ndenzele inceba mna nomntakwethu, Usingenise kananjalo eNcebeni yaKho Wena Sozinceba wabo banenceba.

8 Into eyayingcolile awayeyikhalazela uMprofeti uMûsâ (7:150) yayikukunqula kwabo ithole.

Icandelo 19

152. Inene abo bathabatha ithole (balinqula) ingqumbo yeNkosi yabo nokunyeliswa kuya kuza phezu kwabo kubomi beli hlabathi. Sibabuyekeza kanjalo ke abo baqamba ubuxoki.
153. Ke bona abo benza izenzo ezingcolileyo baza baguquka emva koko bakholwa nokukholwa inene, iNkosi yakho ngapha koko nguMxoleli uSozinceba.
154. Ke kaloku wathi umsindo kaMûsâ ukudamba kwawo, wawathabatha amacwecwe; kuwo apho kwakubhalwe isiKhokelo nenceba kwabo bayoyikayo iNkosi yabo.
155. UMûsâ wakhetha amadoda angamashumi asixhenxe (angawona alungileyo) kubantu bakubo. Ewakhethela ixesha leThu elityunjiweyo nendawo yokuhlangana, bathi bakuhlaselwa yinyikima evuthuzayo, (uMûsâ) wathi: "O Nkosi yam, ukuba Ubuthandile ngowusitshabalalisile ndawonye nam kwangaphambili; Uza kusitshabalalisa na ngenxa yezenzo zabazizidenge phakathi kwethu? Ukuba (oku) kulucikido Olahlekisa ngalo lowo Uthande ukumlahlekisa Ugcine Othande ukumgcina ekwisiKhokelo, Wena UnguMkhuseli wethu, Sixolele thina, Ube nenceba kuthi: kuba Wena UnguMxoleli Ongaphezulu kunabo baxolelayo."
156. "Yenza kube ngummiselo kuthi okulungileyo kweli hlabathi, nakuBomi oBuzayo. Inene thina siguqukela kuWe." Wathi Yena: "Isohlwayo saM Ndohlwaya ngaso lowo Ndithe Ndathanda ukanti iNceba yaM igubungela izinto zonke. Yona Ndiya kuyenza ummiselo kwabanyulu, abanikela nge*Zakâh* nabo bakholwa kwimiqondiso yeThu."
157. Abo balandela, uMthunywa, onguMprofeti (uMuhammad) ongakwazi kufunda nakubhala[9], yena kanye lowo bamfumana echazwe kwiTorah nakwi-*Injîl*. Yena ubayalela

9 UMprofeti ongakwazi kubhala nakufunda (7:157) nguMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe.

okulungileyo abalele okungcolileyo, abavumele okulungileyo okusemthethweni, aze abalele okungcolileyo okungekho mthethweni. Abakhulule kwimithwalo yabo enzima, iidyokhwe ezabekwa phezu kwabo. Ke bona abo bakholwayo kuye baya kumhlonipha, bamncedise yena, balandele nokhanyiselo (lwe'Kur'ân) ethunyelwe kuye, ngabo ke abaya kuphumelela.

Icandelo 20

158. Yithi (Muhammad), "Hini na bantu! Inene mna ndithunyelwe kuni nonke njengoMthunywa ka-Allâh Obukumkani bamazulu nomhlaba ibobaKhe. Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe. NguYe Onika ubomi Enze ukufa. Ke kholwani kuAllâh noMthunywa waKhe ongakwazi kufunda nakubhala, (uMthunywa) okholwa kuAllâh namaZwi aKhe (i'Kur'ân), kananjalo mlandeleni yena khon'ukuze nikhokeleleke.
159. Phakathi kwabantu bakuloMûsâ kukho abantu ababekhokelela (abantu) enyanisweni bamisele ubulungisa ngako oko.
160. Sabahlula baba zizizwe ezilishumi elinambini. Satyhila kuMûsâ ngethuba abantu bakubo babemcela amanzi, (Sathi kuye), "Betha idwala ngomsimelelo wakho," kwatsawula imithombo elishumi elinambini kulo, qela ngalinye kubo layazi indawo yalo yamanzi. Sabakhusa (ngethunzi) lamafu Sabathumelela imana nezagwityi (Sathi), "Yityani izinto ezilungileyo eSinipha zona." Ke kaloku abazanga baSenze bubi Thina koko bazenza bona buqu.
161. Ke kaloku kwathi kusakuthiwa kubo, "Hlalani kwesi sixeko (iYerusalem) nitye naphi na apho nithande khona kuso, nithi, "(O Allâh)! Sixolele izono zethu; ningene elusangweni niqubude (ngokuzithoba), Siya kunixolela iziphoso zenu. Sibandisele (umvuzo) abenzi bokulungileyi."

162. Kodwa abo bangabenzi bobugwenxa phakathi kwabo, baliguqula ilizwi ababelinikiwe (ukuba balithethe). Ke Thina Sathumela isohlwayo emazulwini ngenxa yobugwenxa ababenzayo.

Icandelo 21

163. Khawubabuze (Muhammad) ngesixeko esasingaselwandle; ukugabadela kwabo ngokuphathelene nombandela weSabatha, ngexesha apho iintlanzi zabo zaya zaphuma zeza kubo ngomhla weSabatha, kodwa zingaphumi zize kubo ngemini ekungeyoSabatha. Salwenza lwaba njalo ke uvavanyo kubo, ngenxa yokuba babengabagabadeli.
164. Bathi abanye abantu phakathi kwabo besakuthi: "Kanjani na ukuba nishumayeze abantu ngoAllâh Asele Eza kubatshabalalisa okanye Abohlwaye ngesohlwayo esibuhlungu? (Abashumayeli bathi), "Senzela ukuba (thina) singabi natyala eNkosini yenu [uAllâh, (kuba)] mhlawumbi baya kumoyika uAllâh."
165. Bathi ke besakuzilibala iinkumbuzo (izilumkiso) ezo babezinikiwe, Sabasindisa abo babesalela ukwenziwa kobubi, kodwa Sabahlasela abo babesenza ubugwenxa ngesohlwayo esibuhlungu kuba babedla ngokuba ngabavukeli bemithetho ka-Allâh.
166. Ke kaloku bathi besakugabadela bayitsiba imida yoko kwakungavumelekanga kubo, Sathi kubo, "Yibani ziinkawu, (nideleke) nichaswe."
167. Kananjalo iNkosi yakho Yathi Iza kumana Ithumela ngokuchasene nabo (abantu) abaza kubohlwaya ngesingcungcuthekiso esiya kuba lihlazo kude kube nguMhla woVuko. Inene iNkosi yakho Iyakhawuleza ngempindezelo (kwabangenantobeko) Ukanti IkwanguMxoleli, uSozinceba.

168. Kananjalo Sabahlula-hlula baba ngamaqela-ngamaqela emhlabeni: Abanye kubo baba ngamalungisa, abanye kubo bakude kuloo nto. Sabalinga ke Thina ngokulungileyo nangokungalunganga khon'ukuze baguqukele (kuAllâh).
169. Emva kwabo kwalandela isizukulwana (esingcolileyo) esaba nelifa lesiBhalo. Kodwa sasuka (esi sizukulwana) sazikhethela izinto zobomi beli phakade (abantu baso) besithi, "Siya kuxolelwa thina (ngabo bonke ubugwenxa esibenzileyo)." Kananjalo bathixa (bephinda) bedibana nezinto ezikukungcola (zeli hlabathi abazithandayo) baphinde bazenze [kwakhona. (Kanti)], kwakungathatyathwanga mnqophiso weNcwadi na nabo wokuba abayi kuthetha nantoni na ngoAllâh ngaphandle kwenyaniso? Kodwa babekufundile nje okungaphakathi kuyo (iNcwadi). Ke lona ikhaya loBomi oBuzayo lilona lingcono kwabo bangamalungisa, kanti aniqondi na?
170. Ke bona abo babambelela baqine eNcwadini, (i'Kur'ân) (benze iimfundiso zayo), benze i*Salâh*, Inene Asinakuze Siwulahle umvuzo wabo benza imisebenzi yobulungisa.
171. Nikhumbule kananjalo ukuba Sanyusa intaba phezu kwabo yange ngathi luphahla, babecinga ukuba iza kuwa phezu kwabo; Sathi thina, "Bambelelani niqine koko Sininike kona, nikhumbule okungaphakathi apho khon'ukuze noyike uAllâh niMthobele Yena.

Icandelo 22

172. Yabonani Yathi iNkosi yakho Isakukhupha imbewu kubantwana baka-Adam ezinqeni zabo, Yabenza (iNkosi yabo) bangqina ngokwabo (Isithi), "AndiyoNkosi yenu na?" Bathi bona, "Ewe! Siyangqina Thina." (Kuba) hleze nithi ngeMini yomGwebo, "Inene thina besingazi nto ngako oku."
173. Kungenjalo hleze nithi, "Yayingoobawo bethu mandulo kuphela abathabatha amahlulelane bawanqula noAllâh, thina

siyinzala eyavela emva kwabo; Ingaba Uya kusohlwaya na ngenxa yezenzo zabantu ababelandela ubuxoki?"

174. Sizicacisa kanjalo ke iiVesi ngengcombolo, khon'ukuze babuye (beze enyanisweni).

175. Bacengcelezele (Muhammad) ibali lalowo Samnika imiqondiso yeThu, kodwa wasuka wayijula kude yena; Waza uShaytân wamlandela waba ngomnye wabo balahlekileyo.

176. Ukuba Sasithandile, ngeSamphakamisayo ngayo (imiqondiso leyo) kodwa yena wasuka wabambelela ehlabathini, walandela iinkanuko zakhe ezingento yanto. Ke kaloku umzekeliso wakhe ngumzekeliso wenja: ethi (xa uyigxotha ijingise ulwimi lwayo ngaphandle okanye uyiyeke, ibe isajingisa ulwimi lwayo ngaphandle). Lowo ngumzekeliso wabantu abala iiVesi zeThu. Babalisele amabali ke ngoko kuba hleze baqiqe.

177. Mbi (kanobom) umzekeliso wabantu abaphika iiVesi zeThu besenza ububi eziqwini zabo.

178. Abo bakhokelelwe nguAllâh, bakhokelelekile, ukanti abo Ababeke ekulahlekeni abo ngabalahlekelwa.

179. Kananjalo inene, Thina Sidale uninzi lwee*jinn* nabantu sibadalela isiHogo. Bona baneentliziyo abangaqiqi nto ngazo, banamehlo abangaboni nto ngawo, baneendlebe abengeva nto ngazo. Banjengeenkomo, ewe, balahleke nangaphezulu kunazo; bona, bangabangaphulaphuliyo.

180. (Onke) amagama amahle ngaka-Allâh, ke kaloku bizani kuYe ngawo, nizikhwebule kwiimbutho zabo baphika amagama aKhe. Bona baza kubuyekezwa ngoko bakwenzayo.

181. Kananjalo phakathi kwabo Sibadalileyo kukho abantu abakhokelela (abanye) enyanisweni, bamisele ubulungisa ngayo.

Icandelo 23

182. Abo bala iiVesi zeThu, Siya kumana Sibahlasela, ngesohlwayo ngeendlela abangazicingi nokuzicinga.
183. Mna Ndibanika ixeshana; Inene isicwangciso saM sinamandla.
184. Kanti abaqondi na? Akukho kuphambana kuwabo (uMuhammad). Yena nguMlumkisi ocace gca.
185. Abaqwalaseli na kulongamelo lwamazulu nomhlaba nakuzo zonke ezinye izinto uAllâh Azidalileyo; kwanokuba kusenokwenzeka ukuba isiphelo sobomi bazo sele sikufutshane. Nguwuphi omnye uMyalezo emva kwalo abaza kukholwa kuwo?
186. Lowo uAllâh Amlahlekisileyo akukho bani unokumkhokela kananjalo Yena ubayeka bafathule ngobumfama ekugabadeleni kwabo.
187. Bakubuza ngeYure[10] ukuba liya kuba nini na ixesha lenzaliseko yayo. Yithi wena, "Ulwazi loko luseNkosini yam, akukho mntu unokulityhila ixesha layo ngaphandle kwaKhe. Hayi ubunzima bomthwalo wayo ukususela emazulwini kuse emhlabeni. Ayiyi kufika kuni ngaphandle (kokufika) ngequbuliso." Babuza kuwe ngokungengathi unolwazi olungcono ngayo. Yithi, "Ulwazi ngayo lukuAllâh (Yedwa) kodwa uninzi lwabantu alwazi nto."
188. Yithi (Muhammad), "Mna andinamandla akuzinceda nakuzonzakalisa ngaphandle koko uAllâh Akuvumeleyo. Ukuba bendinalo ulwazi lokungabonwayo, ngesele ndaziqokelelela imfumba yobutyebi kwaye bekungayi kubakho bubi bunokundihlela. Mna, kuphela ndinguMlumkisi nomzisi weendaba ezilungileyo kubantu abakholwayo."

10 Iyûre (7:187) lixesha ekuza kugwetywa ngalo ihlabathi. Ngamanye amazwi iYure nguMhla woMgwebo.

Icandelo 24

189. NguYe Odale nina ngesiqu somntu omnye, Waza Wadala umfazi wakhe emkhupha kwakuye khon'ukuze onwabele uvuyo lokuhlala naye. Wathi esakwabelana naye ngesondo, wamitha wathwala umthwalo (lowo) ngokulula, kodwa wathi usakuya ubanzima (umthwalo) bathandaza kuAllâh iNkosi yabo bobabini (bathi), "Ukuba Ungasipha umntwana onyulu, siya kuba ngabanye babo banombulelo (kuWe)."
190. Kodwa wathi Esakubapha umntwana onyulu, basuka bayamanisa amahlulelane[11] kuYe (uAllâh) malunga noko Abaphe kona. Uphakamile Yena, Mkhulu Ungentla kwako konke oko bakwayamanisa naYe njengamahlulelane.
191. Ingaba babenza amahlulelane ka-Allâh na abo kungekho nto bayidalayo kodwa ingabo abadaliweyo?
192. Akukho luncedo banokubanika lona, bengekhe bazincede kwabona buqu.
193. Xa nibabizela kwisiKhokelo abanilandeli. Kuyafana kubo nokuba ungababiza okanye uthule cwaka.
194. Abo nibiza kubo ngaphandle koAllâh zizicaka nabo njengani. Bizani ke ngoko kubo baniphendule ukuba ninenyaniso.
195. Ingaba banazo iinyawo zokuhamba? Okanye banazo izandla zokubamba? Okanye banawo amehlo okubona okanye banazo iindlebe zokuva? Yithi (Muhammad), "Bizani loo mahlulelane enu, nakugqiba niqulunqe ngam, ningandimeli nokundimela!"
196. Inene owam uMkhuseli nguAllâh, Othumele iNcwadi kwaye Yena Uyabakhusela abenzi bokulungileyo.

11 Le ntetho (7:190) isenokuba ayijoliswanga kuAdam buqu koko ijoliswe emntwini wonke ocela umntwana okanye ezinye izinto ezibalulekileyo kuAllâh kodwa athi esakuyinikwa loo nto angabi nambulelo kuAllâh okanye abulele uAllâh nezinye izinto athi zincedisene naYe ukuba afumane loo nto ebeyifuna ngomthandazo. Sisono esikhulu ke eso.

197. "Ke bona abo nibiza kubo ngaphandle kwaKhe abanako ukuninceda bengekhe bazincede kwabona buqu."
198. Xa nibabizela kwisiKhokelo, abeva, usuke ubabone bekuthe ndla ngamehlo, kodwa bengaboni.
199. Bonakalisa inceba (kubo), uyalele okulungileyo, uzikhwebule kwabazizidenge.
200. Ke kaloku xa umsebezi wokungcolileyo ekufikela evela kuShaytân, cela ukhuseleko ngoAllâh. Inene Yena nguSokuva, uSolwazi.
201. Inene abo bamoyikayo uAllâh, xa befikelwa yingcinga engcolileyo isuka kuShaytân, baye bakhumbule uAllâh baze emva koko babone (okuyinyaniso).
202. Kodwa bona abantakwabo bagaxeleka (bangene) nzulu ekulahlekeni, yaye abapheleli kufutshane.
203. Kwaye ukuba awuzi nammangaliso kubo, bathi: "Kutheni ungezi nawo nje?" Yithi wena, "Mna ndilandela oko kutyhilwa kum kuvela eNkosini yam." Le ('Kur'ân) ayinto yimbi ngaphandle kokuba bubungqina obuvela eNkosini yenu, isisiKhokelo neNceba kubantu abakholwayo.
204. Ke kaloku xa icengcelezwa i'Kur'ân, yiphulaphuleni, nizole cwaka khon'ukuze nizuze ukwenzelwa inceba.
205. Yikhumbuleni iNkosi yenu ngaphakathi kuni ngentobeko nangoloyiko ngamazwi angakhwaziyo ekuseni, nangenjikalanga kananjalo musani ukuba ngabo bangenankathalo.
206. Inene abo bakunye neNkosi yakho abakhe bakukhukhumalele ukwenza izenzo zonqulo kuYo, koko bayaYizukisa Yona ngeendumiso zaYo, baqubude phambi kwaYo.

ISahluko 8
AL-ANFÂL (IINZUZO ZEMFAZWE) 8

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Bayakubuza wena (Muhammad) ngeenzuzo zemfazwe. Yithi, "Iinzuzo zezika-Allâh noMthunywa." Ke yoyikani uAllâh nilungise yonke imibandela eninembambano ngayo phakathi kwenu, nithobele uAllâh noMthunywa waKhe (uMuhammad) ukuba ningamakholwa.
2. Amakholwa kuphela ngabo bathi xa kukhankanywa uAllâh, bazive benokungcangcazela ezintliziyweni zabo naxa iiVesi zaKhe zicengcelezwa kubo, bande elukholweni; yaye bona babeka ithemba labo eNkosini yabo (uAllah).
3. Abenza i*Salâh*, bachithe (kumalizo) ngoko sibaphe kona.
4. Abo ke ngamakholwa okwenene. Okwabo iya kuba yimigangatho yentlonipheko eNkosini yabo, noxolelo nembonelelo yobubele.
5. Njengoko iNkosi yakho wena (Muhammad) yakwenza ukuba uphume emzini wakho ngenyaniso; Inene inxalenye phakathi kwabo bakholwayo yayikuchasile oko.
6. Bexoxa bephikisana nawe ngenyaniso emva kokuba yayisele yenziwe yacaca kubo, basuka babangathi baqhutyelwa ekufeni bejongile.
7. Khumbulani kananjalo ngethuba uAllâh Enithembisa ngelinye iqela lomkhosi wotshaba ukuba liya kuba lelenu, nina nanqwenela ukuba ibe lelingaxhobanga (kakhulu) kodwa ke uAllâh Wathanda ukumisela inyaniso ngelizwi laKhe, nokuba Anqumle iingcambu zabangakholwayo.

8. Khon'ukuze Enze inyaniso ibe noloyiso, Abuyisele (umva) ubuxoki bungabi nto yanto, nangona abenzi bobubi beyichasile (inyaniso).
9. (Nikhumbule) okokuba nina nacela uncedo eNkosini yenu Yaza Yaniphendula (Isithi), "Ndiya kunincedisa ngewaka leengelosi, enye emva kwenye zilandelelana.
10. UAllâh Wakwenza oko ukuba kube ziindaba ezivuyisayo, kwanokuba iintliziyo zenu zibe sekuphumleni ngako oko. Kananjalo alukho uncedo ngaphandle koluvela kuAllâh. Inene uAllâh nguSomandla, uSobulumko.

Icandelo 2

11. Nikhumbule kananjalo okokuba Yena Wanigquma ngobuthongo ukuba bube lukhuseleko lwenu, Wenza namanzi (emvula) ukuba ehle phezu kwenu esuka esibhakabhakeni, ukunihlambulula ngawo, Asuse iingcinga zokungcola zikaShaytân kuni, nokunomeleza iintliziyo zenu, Wanomeleza neenyawo zenu.
12. Khumbulani kananjalo okokuba iNkosi yenu Yatyhila kwiingelosi (Yathi), "Mna Ndikunye nani, ke yomelezani abo bakholwayo. Ndiya kufaka ixhala ezintliziyweni zabo bangakholwayo, bageceni ke ezintanyeni, nibaxabele iminwe yabo yonke neenzwane (zabo)."
13. Oku kungenxa yokuba baya badelela, abaMthobela uAllâh noMthunywa waKhe. Nabani na ke lowo udelela, angaMthobeli uAllâh noMthunywa waKhe (uMuhammad), kulowo inene uAllâh Wohlwaya kabuhlungu.
14. Esi sisohlwayo senu, singcamleni ke; kananjalo inene kwabo bangakholwayo iya kuba sisohlwayo soMlilo.
15. Hinina nina bakholwayo! Xa nihlangene nabo bangakholwayo edabini, ningaze nijike nize ngomva kubo.

16. Ke lowo uthe wabazela ngomva ngemini enjengaleyo ngaphandle kokuba uya kuba ehlenga-hlengisa ngendlela yemfazwe, okanye ehlehla umva esiya kumabutho (ecala lakhe), uya kuba uzitsalela ingqumbo ka-Allâh. Kanti nekhaya lakhe liya kuba sisiHogo, hayi ububi besiphelo solo hambo.
17. Ayinini enababulalayo koko nguAllâh Owababulalayo. Nawe Wena (Muhammad) kwakungatshuli wena xa wawutshula (iintolo zakho) koko nguAllâh Owayetshula, khon'ukuze Acikide amakholwa ngovavanyo olulungileyo luphuma kuYe. Inene uAllâh nguSokuva, uSolwazi.
18. Le yinyaniso yaye ngenene uAllâh Uyalubhangisa uqulunqo lwenkohliso lwabangakholwayo.
19. Ukuba nina (bangakholwayo) benisoloko nithandazela uloyiso nomgwebo, umgwebo ufikile ke ngoku kuni; ukanti ukuba niyayeka kobangcono (oko) kuni, ukanti ukuba niphindela kwasedabini naThi Siyaphindela, ukanti imikhosi yenu ayiyi kuninceda nto; enokuba ingaba mikhulu kangakanani na; Inene uAllâh Ukunye nabakholwayo.

Icandelo 3

20. Hini na nina bakholwayo! Thobelani uAllâh noMthunywa waKhe, ningajiki nimshiye yena nisiva.
21. Kananjalo ningabi njengabo bathi, "Sivile" kodwa bengevanga nto.
22. Inene! Ezona zidalwa zibi ziphilayo kuAllâh (ngabantu abazenza) izithulu nezimumu, ezingaqiqiyo.
23. Ukuba uAllâh Ebe nento Ayaziyo elungileyo ngabo, Ebeya kubenza bamamele; ukanti enokuba Ebengabenza bamamele, bebeza kuphinda bajibilike baphikise.
24. Hini na nina bakholwayo! Mphenduleni uAllâh noMthunywa xa Enibizela koko kuza kuninika ubomi, nazi kananjalo

okokuba uAllâh Uyafika phakathi komntu nentliziyo yakhe. Kananjalo inene nina niza kuqokelelwa kuYe nonke.

25. Kananjalo yoyikani isohlwayo esingachaphazeli nje abo benu benza ububi (koko sichaphazela bonke abalungileyo nabangcolileyo). Nazi ukuba uAllâh Unesohlwayo esibuhlugu kakhulu.

26. Khumbulani ukuba nanibambalwa ningenamandla elizweni, nisoyika nokuba abantu banganiqweqwedisa, kodwa Yena Wanibonelela ngendawo yokhuseleko, Wanomeleza ngonced lwaKhe,Wanibonelel kananjal ngezinto ezilungileyo khon'ukuze nibe nombulelo.

27. Hini na nina bakholwayo! Ningamngcatshi uAllâh noMthunywa waKhe, ningangcatshi nezinto ezigciniswe kuni nisazi.

28. Yazini kananjalo okokuba izinto zenu nabantwana benu bazizilingo kuni kanti eneneni kuAllâh kukho umvuzo omkhulu.

Icandelo 4

29. Hini na nina bakholwayo! Ukuba niyathobela noyike uAllâh, Yena Uya kuninika i*Fur'kân*[1] Aze Anicamagushele izono zenu, Anixolele; Yaye uAllâh nguMnini buBele oMkhulu.

30. Ukhumbule ukuba abangakholwayo baqulunqa ngawe (Muhammad) (befuna) ukukubamba, okanye bakubulale, okanye bakugxothe (kowenu); baqulunqa ke naYe uAllâh Waqulunqa, kanti uAllâh nguYena uqulunqa ngaphezulu kunabaqulunqi.

31. Xa iiVesi zeThu (ze'Kur'ân) zicengcelezwa kubo bathi, "Sivile; nathi sithanda singayitsho into efana nale. Le ('Kur'ân) asinto yimbi ngaphandle kokuba ziintsomi zabantu bakudala."

1 I*Fur' kân* (8:29) yinqobo yokwahlula phakathi kokulungileyo nokungalunganga

32. Khumbula ukuba bathi, “O Allâh! Ukuba ngaba le ‘Kur’ân iyinyaniso evela kuWe ngenene, Thulula amatye phezu kwethu avela esibhakabhakeni kaloku, kungenjalo Uthobe isohlwayo esibuhlungu phezu kwethu.”
33. UAllâh Akayi kubohlwaya lo gama wena (Muhammad) usephakathi kwabo, Engayi kubohlwaya lo gama bezicelela uxolelo lwezono (kuAllâh).
34. Uya kuthini ukungabohlwayi uAllah ekubeni bona bethintela abantu ukuba bangangeni eMasjid eNgcwele, ekungekho balindi bayo ngaphandle kwabanyulu. Kodwa uninzi lwabo alwazi.
35. Imithandazo yabo eNdlwini ka-Allâh yayingento yanto ngaphandle kokusebeza nokuqhwaba izandla. Ke ngoko ngcamlani isohlwayo kuba kaloku nina naye nangakholwa.
36. Inene abo bangakholwayo, bade bachithe nobutyebi babo ukwenzela ukuthintela abantu bangangeni eNdleleni ka-Allâh, baza kuqhubeka ukwenza loo nto kodwa ekugqibeleni iza kuphethuka ibazisele imbandezelo phezu kwabo yaye futhi baza koyisakala. Abo bangakholwayo baza kudityaniswa esiHogweni.
37. Ukuze uAllâh Ahlule abangcolileyo kwabalungileyo, Acumbe abangcolileyo abanye phezu kwabanye, Abafumbe ndaweninye Abaphose esiHogweni. Abo ke ngabo baya kuba ngabalahlekelwa.

Icandelo 5

38. Yithi kwabo bangakholwayo, ukuba banokuyeka [ukungakholwa, (izenzo)] zabo zamandulo ziya kuxolelwa. Kodwa ukuba baye babuyela, umzekelo wabo bohlwaywayo bangaphambili kunabo sele ubandulele kakade (ukuba ube sisilumkiso).

39. Yilwani nabo kude kuphele intshutshiso ize nenkolo ibe yeka-Allâh Yedwa. Kodwa ukuba bayayeka, Inene uAllâh Ukubona konke oko bakwenzayo.

40. Ukuba bajibilikile, yazini ke ngoko okokuba uAllâh nguMkhuseli wenu, Onjani Yena ukulunga uMkhuseli! Onjani Yena ukulunga uMncedi!

Isiqendu 10

41. Yazini kananjalo okokuba nantoni na eyeyexhayelo eniyifumeneyo, isinye kwisihlanu (⅕th) sayo siya kunikelwa kuAllâh, noMthunywa, nabazizizalwana (zoMprofeti) ezisondele kakhulu kuye nakwiinkedama, nakumahlwempu, nakubahambi, ukuba nikholiwe (ngenene) kuAllâh nakoko Sikutyhilileyo (i'Kur'ân) kwisiCaka seThu (uMuhammad) ngomhla ekwahlulwa ngawo okulungileyo kokungendawo. Ngalaa mini kwaqubisana ngayo imikhosi emibini [kwidabi laseBadr (Inene)] uAllâh Uyakwazi ukwenza izinto zonke.

42. Yabonani! ngethuba nina (Mkhosi wamaMuslim) naningasentilini bona bekude kuyo kwelinye icala yabe inqwelo yabo yeempahla ikumhlaba ongezantsi kwenu. Enokuba nanisele nenze idinga lokubonana, Inene naningekhe nibe saphumelela kwelo dinga. Kodwa (nagagana ke nabo) khon'ukuze uAllâh Afezekise into esele yamiselwa kwangaphambili, ukuze abo kwakufuneka betshatyalalisiwe, batshatyalaliswe emva kobungqina obucacileyo, nabo kwakufuneka bedle ubomi, badle ubomi emva kobungqina obucacileyo. Inene uAllâh, nguSokuva, uSolwazi.

43. Khumbula ngethuba uAllâh Wabaveza bembalwa kuwe ephupheni lakho (Muhammad); ukuba Wayebaveze bebaninzi kuwe, inene ngenanityhafile, yaye futhi ngenaxoxa naphikisana ekwenzeni isigqibo. Kodw uAllâ Wanisindisa. Inen Yen nguMazi wokusezifubeni.

44. Khumbulani kananjalo ukugagana kwenu (nabo), Yena Wanibonisa bona bengathi bambalwa emehlweni enu Wanenza nani nabonakala nibambalwa emehlweni abo, khon'ukuze

uAllâh Afezekise into eyayisele imiselwe kwangaphambili yaye zonke izinto zibuyela kuAllâh.

Icandelo 6

45. Hini na nina bakholwayo! Xa nihlangana nomkhosi wotshaba, qinani ngokuchasene nabo, nikhumbule igama lika-Allâh kakhulu khon'ukuze nibe nempumelelo.
46. Kananjalo thobelani uAllâh noMthunywa waKhe, ningaphikisani, hleze nityhafe nimkelwe nangamandla, yibani nomonde. Inene uAllâh Unabo banomonde (banyamezelayo).
47. Ningabi njengabo baphuma emizini yabo beqhayisa khon'ukuze babonwe ngabantu, bathintele abantu bangangeni eNdleleni ka-Allâh; ukanti uAllâh nguMrhangqeli wako konke oko bakwenzayo.
48. Yabonani uShaytân wenza izenzo zabo ezingcolileyo zaba ngathi zilungile kubo wathi kubo, "Akukho mntu ebantwini onokunoyisa nina namhlanje. Yaye mna ndingummelwane wenu (ndiya kuba nani ndinincedise)." Kodwa yathi yakujamelana imikhosi yomibini, wabaleka (uShaytân) wemka yena esithi, "Inene mna andinanto yakwenza nani. Inene mna ndibona eningakuboniyo nina. Inene mna ndiyamoyika uAllâh kuba uAllâh Ubuhlungu esohlwayweni".

Icandelo 7

49. Ke kaloku abahanahanisi bekunye nabo banesifo ezintliziyweni zabo, bathi, "Aba bantu (amaMuslim) bakhohliswe yinkolo yabo." Kodw low ubek ithemb lakh kuAllâh, uAllâh, nguSomandla, nguSobulumko.
50. Ukuba unokukhe ubukele xa iingelosi zikhupha imiphefumlo kwabo bangakholwayo (xa besifa); zibabetha ebusweni babo

nasemiqolo yabo, (zisithi), “Ngcamlani ke isohlwayo soMlilo odwanguzayo.”

51. “Oku kungenxa yoko kwenziwa zizandla zenu, inene uAllâh AkangoMsweli bulungisa kwizicaka zaKhe.”
52. Njengesimilo sabantu bakwaFir‘awn, nabo bangaphambili kubo, bazala iiVesi zika-Allâh, Wabohlwaya ke uAllâh ngezono zabo. Inene uAllâh, nguSomandla, Ubuhlungu esohlwayweni.
53. Oku kunjalo kuba uAllâh Akasokuze Aluguqule uBabalo Alunike abantu de abo bantu baguqule okungaphakathi eziqwini zabo. Inene uAllâh nguSokuva, uSolwazi.
54. Njengesimilo sabantu bakwaFir‘awn, nabo bangaphambili kunabo. bayiphika imiqondiso yeNkosi yabo, Sabatshabalalisa ke ngenxa yezono zabo, Sabatshonisa abantu bakwaFir‘awn ngokuba babengabagabadeli.
55. Inene ezona zidalwa zibi kweziphilayo phambi koAllâh ngabo bangakholwayo, yaye futhi abayi kukholwa.
56. Bona ngabo uthi xa wenze umnqophiso nabo, bawaphule umnqophiso wabo maxa onke yaye abamoyiki uAllâh.
57. Ke ukuba uthe wazuza ulongamelo phezu kwabo emfazweni, bohlwaye kanobom ukuze ugxothe abo basemva kwabo (abangabalandeli babo) khona ukuze bafunde isifundo.
58. Ukuba wena (Muhammad) woyikisela ukungcatshwa ngabantu, jula lo mnqophiso wabo (phaya), uwuphindisele kwakubo, ngohlobo olukwafanayo nolo lwabo, (kungabikho mnqophiso phakathi kwakho nabo). Inene uAllâh Akabathandi abangcatshi.

Icandelo 8

59. Ke kaloku abo bangakholwayo mabangacingi ukuba bangaphuncula esohlwayweni. Inene abasokuze bazisindise (kwisohlwayo sika-Allâh).

60. Zilungiseleleni ngokuchasene nabo ngamandla kangangoko ninako, namahashe emfazwe [(iinkanunu neentolo-mlilo, neenqwelo zokulwa) nenzele] ukufaka ixhala ezintshabeni zika-Allâh neentshaba zenu, nezinye Eningazaziyo nina kodwa zisaziwa nguAllâh. Nantoni na ke eniya kuyichitha eNdleleni ka-Allâh iya kubuyekezwa kuni, yaye aniyi kuphathwa ngokungenabulungisa.
61. Kodwa ukuba batyekela ngaseluxolweni, tyekela ngakulo nawe, ubeke ithemba (lakho) kuAllâh. Inene, Yena nguSokuva, uSolwazi.
62. Kekaloku ukuba bayakukhohlisa, inene uAllâh, Wanele kuWe. NguYe Okuxhasileyo ngoncedo lwaKhe nangamakholwa.
63. Kananjalo nguYe Omanyanise iintliziyo zawo (amakholwa), enokuba wena ubungada unikele ngako konke okusemhlabeni, ubungekhe uzimanye iintliziyo zabo, kodwa uAllâh Uzimanyile Yena. Inene Yena nguSolwazi uSobulumko.
64. Hini na Mprofeti! UAllâh Wanele kuwe Eyedwa nakumakholwa alandela wena.

Icandelo 9

65. Hini na Mprofeti! Khuthaza amakholwa ukuba alwe. Ukuba ngaba kukho abantu abanyamezelayo abangamashumi amabini phakathi kwenu, baya koyisa amakhulu amabini ukanti ukuba ngaba kukho abantu abalikhulu phakathi kwenu abanyamezelayo, baya koyisa iwaka labo bangakholwayo ngokuba bangabantu abangenangqiqo.
66. Ngoku ke uAllâh ulwenze lwalula uxanduva lwenu kuba Uyazi okokuba kukho ubuthathaka kuni. Ke ukuba ngaba kukho abalikhulu abanyamezelayo phakathi kwenu baya koyisa amakhulu amabini, kananjalo ukuba ngaba kukho abaliwaka abanyanisekileyo phakathi kwenu baya koyisa amawaka

amabini ngemvume ka-Allâh. Kwaye uAllâh Ukunye nabo banomonde.

67. AyikokoMprofeti okokuba abe namabanjwa emfazwe (aze awakhulule ngentlawuliso) engadanga wohlwaya (iintshaba zakhe) kanobom emhlabeni. Nina ninqwenela izinto ezintle zeli hlabathi (imali yentlawuliso yokukhulula abathinjwa), kodwa Yena uAllâh Uninqwenelela uBomi Obuzayo. Kananjalo uAllâh nguSomandla, uSobulumko.
68. Ukuba kwakungekho ngenxa yommiselo ongenxa engaphambili ovela kuAllâh, isohlwayo esibuhlungu ngesanihlela ngenxa yoko nakuthathayo.
69. Konwabeleni ke ngoko oko nikufumeneyo kulixhayelo lemfazwe, kuvumelekileyo kukwalungile (nokulunga). Kodwa noyike uAllâh, Inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

Icandelo 10

70. Hini na Mprofeti yithi kubathinjwa abasezandleni zenu! “Ukuba uAllâh Unento elungileyo Ayaziyo ezintliziyweni zenu, Uya kuninika into engcono kunaleyo ithathiweyo kuni, kananjalo Uya kunixolela, yaye uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
71. Kodwa ukuba banenjongo yokukungcatsha wena (Muhammad) bangcatsha uAllâh kwangaphambili. Ke kaloku Yena Unike wena amandla ngaphezu kwabo yaye uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
72. Inene abo bakholwayo, baza bafuduka bazabalaza ngamandla, balwa ngezinto zabo nangobomi babo eNdleleni ka-Allâh nabo babanika igwiba, babancedisa (nokubancedisa), abo (bonke) ngamadlelane omnye komnye. Ke bona abo bakholwayo kodwa abafuduka (beze kuwe wena Muhammad), akuyi kuba naxanduva lokubakhusela de bafuduke (nabo beze kuwe); kodwa ke xa befuna uncedo lwakho ngenkolo, kuluxanduva

lwakho ukubakhusela ngaphandle kwamaxa bechasene nabantu enenze umnqophiso wobumbano nabo. Kananjalo uAllâh Ukubona konke oko nikwenzayo.

73. Abo bangakholwayo bangabakhuselani omnye komnye ukanti ukuba nina anenzi njalo kuya kubakho intshutshiso nobutshinga obukhulu emhlabeni.

74. Ke bona abo bakholwayo, bafuduka, bazabalaza eNdleleni ka-Allâh nabo babanika igwiba babanceda (nokubanceda) abo ngamakholwa enyaniso, okwabo luxolelo nesixhaso esibubuBele.

75. Nabo bakholwayo emva koko, bafuduka, bazabalaza bekunye nani, bona ngabenu kodwa zona izizalwana zegazi zisondele omnye komnye (ngokubhalwe) eNcwadini ka-Allâh. Inene uAllâh nguMazi wezinto zonke.

ISahluko 9
AT-TAWBAH (INGUQUKO) 9

Icandelo 1

1. Inkululeko kuzo (zonke) iimbopheleleko kwabo bangabakhonzi bezithixo enenza umnqophiso nabo (ibhengeziwe) nguAllâh noMthuywa waKhe.
2. Ke hamba-hambani ngokukhululekileyo (nina bakhonzi bezithixo) isithuba seenyanga ezine, emhlabeni, kodwa nazi kakuhle okokuba aniyi kuphuncula kuAllâh, yaye uAllâh Uza kubahlazisa abangakholwayo.
3. Kananjalo isibhengezo esivela kuAllâh noMthunywa waKhe ebantwini ngomhla weHajj enkulu[1] sesokuba uAllâh Ukhululekile kwiimbophelelo ezimayela nabakhonzi bezithixo, ukwanjalo noMthunywa waKhe. Ukuba ke nina bakhonzi bezithixo niyaguquka, kolunga (oko) kuni, kodwa ukuba niyajibilika, yazini kakuhle okokuba anisokuze niphuncule kuAllâh. Ke kaloku (Muhammad) nika iindaba ezivuyisayo zesohlwayo esibuhlungu kwabo bangakholwayo.
4. Ngaphandle kwabo bakhonzi bezithixo eninomnqophiso nabo, abangekaniphoxi, bengazanga baxhasa nomnye kwabachasene nani. Zalisekisani umnqophiso nabo kude kuphele ixesha elo (lomnqophiso). Inene uAllâh Uyawathanda amalungisa.
5. Xa ke iiNyanga eziNgcwele zigqithile, babulaleni abakhonzi bezithixo naphi na apho nibafumana khona, nibabambe nibathimbe, nibancathamele kuzo zonke iindawo zokuncathamela. Kodwa ukuba bayaguquka, benze i*Salâh*, banikele nge*Zakâh*, bayekeni nisuke endleleni yabo. Inene uAllâh nguMxoleli uSozinceba.

1 Umhla weHajj enkulu ekujoliswe kuwo apha (9:3) ngumhla we-10 ka Dthul-Hijjah – kwinyanga ye-12 ngokwekhalenda yamaMuslim.

6. Kananjalo ukuba (kuthe kwabakho) umkhonzi wezithixo ofuna ukhuseleko lwakho, uya kumnika ukhuseleko
(olo) khon'ukuze abe nokuva ilizwi lika-Allâh (i'Kur'ân) nize nimkhaphe ade abe kwindawo aya kuhamba esindile kuyo, oko kungenxa yokuba bangabantu abangenalwazi.

Icandelo 2

7. Kungathini na ukuba kubekho umnqophiso kuAllâh noMthunywa waKhe wabakhonzi bezithixo ngaphandle kwabo nenza umnqophiso nabo ngaseMasjid eNgcwele (eMakkah) oko nje besanyanisekile kuni, yimani ninyaniseke nani kubo. Inene uAllâh Uyabathanda abamoyikayo.
8. Ungabakho njani (umnqophiso phakathi kwenu nabo) njengokuba besithi xa benongamele bangazikhathaleli izibophelelo nokuba zezokuzalana nokuba zezomnqophiso na nani? Bayanivuyisa ngamazwi amnandi aphuma emilonyeni yabo kodwa ezintliziyweni zabo bachasene nani, kananjalo uninzi lwabo ngabenzi bokungcola.
9. Bona bathenge inzuzwana encinane ngeeVesi zika-Allâh, bathintela abantu bangangeni eNdleleni yaKhe; inene kungcolile oko bakwenzayo.
10. Ngokumayela (nomntu) olikholwa, abawahloniphi amaqhina okuzalana (naye) nawomnqophiso na kakade! Ngabo kanye abangabagabadeli.
11. Kodwa ukuba bayaguquka, benze i*Salâh*, banikele nge*Zakâh* bangabazalwana benu ke ngokwenkolo. Sizicacisa (ngolo hlobo ke) iiVesi kubantu abanolwazi.
12. Ke kaloku ukuba bayazijikela izifungo zabo emva komnqophiso wabo, baze bahlasele inkolo yenu, yilwani nabo ke ngoko (abo) baziinkokeli zokungakholwa kuba kakade izifungo zabo azinto yanto kubo khon'ukuze baziyeke (izenzo zokungcola).

13. Aniyi kulwa na nabantu abaphule izifungo zabo abade bazama nokugxotha uMthunywa, ekubeni ingabo abaqala ngokuhlasela nina kuqala. Niyaboyika na? UAllâh Unelungelo elingaphaya lokuba noyike Yena ukuba ningamakholwa.
14. Yilwani nabo, uAllâh Uza kubohlwaye ngezandla zenu Abahlazise, Aninike uloyiso phezu kwabo, Aphilise izifuba[2] zamakholwa.
15. Aphelise umsindo ezintliziyweni zabo (bakholwayo). UAllâh Uyayamkela inguquko yalowo Athande ukuyamkela kuye. UAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
16. Nicinga ukuba niza kuyekwa ekubeni uAllâh Engekabavavanyi abanye benu abazabalaza nzima balwa, bengazanga bathabatha bancedisi (bangabanye) ngaphandle koAllâh noMthunywa waKhe, namakholwa. UAllâh Ukwazi kakuhle enikwenzayo.

Icandelo 3

17. Ayikokwabakhonzi bezithixo ukugcina iiMasjid[3] zika-Allâh, lo gama besangqinela ukungakholwa okuchasene neziqu zabo. Imisebenzi yabo banjalo ililize yaye eMlilweni kulapho baya kuhlala khona ngonaphakade.
18. IMasjid ka-Allâh iya kugcinwa kuphela ngabo bakholwayo kuAllâh nakwiMini yokuGqibela, abenza i*Salâh*, banikele nge*Zakâh* Abangoyiki bani ngaphandle koAllâh. Ngabo abakwisiKhokelo sokwenene.
19. Nicinga ukuba ukubonelela abahambi abangcwele ngamanzi okusela nokugcina iMasjid eNgcwele (eMakkah) kuyafana na ngexabiso nabo bakholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela, bezabalaza (besilwa) eNdleleni ka-Allâh? Abafani

2 Izifuba apha (9:14) ziintliziyo.
3 Oku (9:17) kuthetha ukuba akulolungelo labantu abangengomaMuslim ukungena eMasjid eNgcwele, bathandaze, okanye ibe phantsi kohoyo nolondolozo lwabo lo gama bengekabi ngawo amaMuslim.

phambi koAllâh. Kananjalo uAllâh Akabakhokeli abantu abangabagabadeli.

20. Abo bakholwayo baza bafuduka, bazabalaza nzima balwa eNdleleni ka-Allâh ngobutyebi babo nangobomi babo bakumgangatho ongentla kude lee ngokuka-Allâh. Bona abo bangabaphumeleleyo.
21. INkosi yabo Ibanika iindaba ezivuyisayo zeNceba evela kuYo, yaye Ikholisekile (ngabo), nayiMiyezo yabo ekukho ulonwabo lwanaphakade.
22. Baya kuhlala apho ngonaphakade. Inene kuAllâh kukho umvuzo omkhulu.
23. Hini na nina bakholwayo! Musani ukuthabatha ootata benu nabantakwenu nibenze abakhuseli benu ukuba basakhetha ukungakholwa kunokukholwa. Nabani na kuni obenza abakhuseli, abo ngabagabadeli.
24. Yithi: "Ukuba ngaba ootata benu, oonyana benu, abantakwenu, abafazi benu, izizalwana zenu, ubutyebi benu enibuzuzileyo, ushishino lwenu enoyikisela ukuncipha kwalo nemizi yenu eninamabhongo ngayo; zezona zinto zithandeka kakhulu kuni kunoAllâh noMthunywa waKhe nokuzabalaza ngamandla nokulwa eNdleleni yaKhe, lindani ke de uAllâh Azise isigqibo saKhe kodwa uAllâh Akabakhokeli abantu abangabenzi bobubi."

Icandelo 4

25. Inene uAllâh Uninike uloyiso kumadabi amaninzi kananjalo ngeMini yedabi laseHunayn, nisavuyiswa bubuninzi benu, suke (obo buninzi benu) banganincedi nto, nomhlaba, ngoku umkhulu kangaka, wacutheka kuni, naza nabaleka nina.
26. Ke Yena uAllâh Wathulula ukuthozama phezu koMthunywa waKhe (uMuhammad) nakumakholwa, Wathumela

imikhosi (yeengelosi) enaningayiboni nina, Wabohlwaya abangakholwayo. Lowo (yaba) ngumvuzo wabangakholwayo.

27. Emva koko uAllâh Uya kuyamkela inguquko yalowo Athande ukuyamkela (kuye). Kananjalo uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

28. Hini na nina bakholwayo! Inene abakhonzi bezithixo bakukungcola. Ke ngoko musani ukubavumela basondele eMasjid eNgcwele (eMakkah) emva kwalo unyaka, kananjalo ukuba noyika ukuhlwempuzeka, uAllâh Uya kuninika indyebo ukuba Uthandile, evela kubuBele baKhe. Inene uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.

29. Yilwani nabo bangakholwayo kuAllâh, nakwiMini yokuGqibela, abangakwaleliyo oko kwalelwe nguAllâh noMthunywa waKhe nabo bangayivumiyo inkolo yenyaniso (i-Islam) phakathi kwabantu beNcwadi, de bahlawule iJiziya[4] bavume ngokuzithobileyo, bazive nabo buqu bengaboyisiweyo

Icandelo 5

30. AmaYuda athi u'Uzayr[5] ngunyana ka-Allâh, kanti namaKhristu athi uMesiya ngunyana ka-Allâh, leyo yintetho nje yawo ayitsho ngemilomo yawo, ifana nqwa nentetho yabo bamandulo babengakholwa. Isiqalekiso sika-Allâh masibe phezu kwabo, balahleke baphambuka njani enyanisweni!

4 I*jiziya* (9:29) yirhafu ehlawulwa ngamaYuda namaKhristu aphantsi kolawulo lwamaMuslim xa engafuni ukwamkela inkolo yeIslam lo gama ephantsi kolawulo nokhuseleko lwamaMulslim.

5 U-Uzayr (9:30) ngu Ezra.

31. Wona (amaYuda namaKhristu) athabatha ababingeleli bawo namalolo[6] awo awenza (oothixo) iinkosi zawo aza athabatha noMesiya unyana kaMaryam amenza (uthixo) inkosi yawo ngaphandle koAllâh, kodwa ayeyalelwe ukuba akhonze uThixo Omnye (jwi). Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe (uAllâh). Uzuko malube kuYe (Yena Ukude lee kwezo nto bazenza) amahlulelane aKhe.
32. Bona banga bangakucima ukukhanya kuka-Allâh ngemilomo yabo, kodwa Yena uAllâh Akayi kuvuma, ukusuka apho ukukhanya kwaKhe kuza kuya kugqibelela nangona abangakholwayo bekuchasile oko.
33. NguYe Othumele uMthunywa waKhe (uMuhammad) nesiKhokelo nenkolo yenyaniso ukuba ibonakale (icace) ngaphezu kwazo zonke ezinye iinkolo nangona abanquli zithixo bekuchasile nje oko.
34. Hini na nina bakholwayo! Inene, baninzi phakathi kwababingeleli (bamaYuda nabamaKhristu) abadla ingqwebo yabantu ngenkohliso, babathintele naseNdleleni ka-Allâh. Kanti nabo baqokelela igolide ifumbe nesilivere, banganikeli ngazo eNdleleni ka-Allâh, vakalisa kubo isohlwayo esibuhlungu.
35. NgeMini apho (loo mfumba yobutyebi babo) iza kutshiswa eMlilweni wesiHogo baze babekwe imitshiso (yokubaphawula) emabunzini abo, ezimpangweni zabo, nasemihlana yabo, kuze kuthiwe kubo: “Naku ke oko naziqokelela kona, kungcamleni ke oko nakuqokelelayo.”

6 Amalolo (9:31) zii*monk* ngesiNgesi, ngabantu abafumaneka ubukhulu becala kwiinkolo zobuBhudda nakumaKhristu angamaKatolika. Amalolo ngabantu abazikhethileyo bayokuzihlalela bodwa, ngenjongo yokuzinikela ekunquleni uThixo okanye loo nto bazinikele kuyo. Abatshati, abakrexezi koko bayathandaza kuphela, noko ke inkolo yeIslam ayiyikhuthazi imbono yokungatshati kwabantu. Kunjalo nje ayingoAllah Oyalele ukuba bazikhethe koko bazenzela.

36. Inene inani leenyanga kuAllâh lishumi elinambini (enyakeni), oko kwamiselwa nguAllâh ngeMini Awadala amazulu nomhlaba; kuzo kukho ezine eziNgcwele. Leyo yinkolo ethe tye, ningazenzi bugwenxa ngazo, yilwani ke nabanquli zithixo niyimbumba njengoko nabo besilwa nani beyimbumba. Kodwa nazi nina okokuba uAllâh Ungakwabangcwele.
37. Kananjalo urhoxiso (lweNyanga eNgcwele) lusisandiso sokungakholwa: ngaso (isandiso eso) abangakholwayo bakhokeleleka ekulahlekeni, kuba bayenza ivumeleke komnye unyaka ze bayenze ingavumeleki komnye unyaka khon'ukuze bakwazi ukunyenyisa inani leenyanga ezalelweyo[7] nguAllâh, ukwenzela ukuba kuvumeleke[7] ezo nyanga zalelweyo nguAllâh. Izenzo zabo zokungcola zibonakala zilungile kubo, kanti uAllâh Akabakhokeli abangakholwayo.

Icandelo 6

38. Hini na nina bakholwayo! Yintoni ngani, xa kusithiwa kuni yiyani phambili (edabini) eNdleleni ka-Allâh, nisuke nina nitshele ngamandla ehlabathini? Ingaba nanelisekile na yimpilo yobu bomi kuneyoBomi oBuzayo? Kodwa hayi ukuba luncinci kolonwabo lobomi balo mhlaba xa luthelekiswa noloBomi oBuzayo!
39. Ukuba aniyi phambili, Yena Uza kunohlwaya ngesohlwayo esibuhlungu Aze Abeke abanye abantu endaweni yenu; yaye Anisokuze nimenze bubi konke-konke, kananjalo uAllâh Unamandla ngaphezu kwezinto zonke.
40. Ukuba animncedisi (uMuhammad) akunamsebenzi kuba kakade uAllâh Wamncedisa ngethuba abangakholwayo babemgxotha, owesibini kubo bobabini, xa (uMuhammad noAbubakr) babesemqolombeni wathi kugxa wakhe

7 Benza kuvumeleke ukulwa imfazwe ngayo (9:37), xa bethanda bathi akuvumelekanga ukulwa ngayo xa bethanda.

(uAbubakr): “Ungaxhalabi wena eneneni uAllâh Unathi”. Waza uAllâh wathulula ukuthozama phezu kwakhe, Wamnika ukomelela kananjalo ngemikhosi (yeengelosi) enaningayiboni nina Wenza ilizwi labo bangakholwayo layinto engento, lo gama iLizwi lika-Allâh lona laphakama lalelona lingaphezulu; ke kaloku uAllâh nguSomandla, uSobulumko.

41. Yiyani phambili (edabini) enokuba (nixhobe) kancinane na okanye nixhobe ngamandla na, nizabalaze ngamandla ngobutyebi benu nangobomi benu eNdleleni ka-Allâh. Oku kolunga kuni, ukuba benisazi.

42. Ukuba ibiyinzuzo yexhayelo elikufutshane (kubo) nohambo lulula, ngebekulandele, kodwa umgama (wohambo lwaseTabuk) wawumde kubo; ukanti babefunga ngoAllâh (besithi), “Ukuba sasinako ngesasiye phambili nawe”. Bazitshabalalisa iziqu zabo (ngokuxoka), ukanti uAllâh Uyabazi ukuba ngamaxoki.

Icandelo 7

43. UAllâh Ukuxolele wena (Muhammad). Kwakungani ukuba ubakhulule bahambe (ekubeni babengaphumanga nomkhosi) de abo bathetha inyaniso babonakale kuwe ekuhleni, uwazi amaxoki?

44. Abo bakholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela babengekhe bakucele ukuba ubakhulule bangayi (edabini) baye kulwa ngezinto zabo nobomi babo; yaye uAllâh Uyawazi amalungisa.

45. Ngabo bangakholwayo kuAllâh nakwiMini yokuGqibela kuphela abantliziyo zabo zineentandabuzo abacela ukuba ubakhulule (bangayi edabini). Ezintandabuzweni zabo baya ngapha nangapha.

46. Ukuba babezimisele ukuya phambili, inene ngebabezenzele amalungiselelo okuphuma oko; kanti ke noAllâh Wayechasene nokuba bathunyelwe (edabini) Wabenza bashiyeka ngemva

ke, kwaza kwathiwa kubo, “Hlalani nina nabo bahleliyo komawabo.”

47. Ukuba babephume baya phambili kunye nani babengayi kongeza nto kuni ngaphandle kwesiwiliwili yaye babeza kuhamba ngezantya phakathi kwenu (besasaza impixano) bahlwayele intlebendwane phakathi kwenu kananjalo phakathi kwenu bakhona ababeza kubaphulaphula. Yaye uAllâh Uyabazi abagabadeli.
48. Inene sebekhe bahlwayela intlebendwane ngaphambili, bakuphixanisela izinto wena kwada kwafika inyaniso (uloyiso) nommiselo[8] ka-Allâh wacaca nangona babewuchasile.
49. Kananjalo phakathi kwabo kukho othi: “Ndinike imvume (ndingayi edabini) kodwa ungandifaki entshutshisweni.” Inene sele begaxelekile entshutshisweni. Kananjalo isiHogo sibarhangqele abangakholwayo.
50. Xa okulungileyo kuhle phezu kwakho (Muhammad) bayakhathazeka, kodwa xa uhlelwe lilishwa, bathi: “Siye salumka kwangoko,” baze bemke bevuya.
51. Yithi: “Akukho nto inokuze isihlele ngaphandle kwaloo nto ingummiselo ka-Allâh kuthi. Yena nguMlondolozi wethu, yaye amakholwa makabeke ithemba lawo kuAllâh.”
52. Yithi: “Ingaba ikhona na enye into eniyilindeleyo kuthi ngaphandle kwenye yezona zinto zilungileyo zimbini (ubufelukholo okanye uloyiso); lo gama thina silindele ukuba uAllâh Anithwaxe ngesohlwayo esivela kuYe kungenjalo ngezandla zethu. Lindani ke, nathi silindile kunye nani.”
53. Yithi: “Chithani (kumalizo eNdleleni ka-Allâh) nithanda ningathandi, akuyi kwamkelwa (nto) kuni. Inene nina ningabantu abangcolileyo.”

8 Ummiselo ka-Allâh (9:48) uthetha ukwenzeka kwaloo nto uAllâh Wayeyicwangcise kwangaphambili ukuba yenzeke ngohlobo Athande ukuba mayenzeke ngalo, ngemini nangexesha Athande ukuba mayenzeke ngalo.

54. Ukanti akukho nto ithintela iminikelo yabo ukuba yamkelewe kubo ngaphandle kokuba bengakholwa kuAllâh nakuMthunywa waKhe kwanokuba abezi emthandazweni bengezi ngokunqena kwanokuba abayinikeli iminikelo yabo bengayinikeli ngomunyu.
55. Ke ngoko musa ukumangaliswa bubutyebi babo nabantwana babo; eneneni uAllâh Ufuna ukubohlwaya ngezi zinto zobomi beli hlabathi, nokuba imiphefumlo yabo yohlukane nabo besengabangakholwayo.
56. Bafunga ngoAllâh okokuba bakunye nani ngenene lo gama bengekho ngakuni; koko bona ngabantu abanobugwala.
57. Ukuba bebenokufumana indawo yokubalekela, okanye imiqolomba okanye indawo efihlakeleyo, bebeza kuya ngqo kuyo apho bengxamile.
58. Phakathi kwabo kukho abo bakutyholayo wena (Muhammad) kumbandela wolwabiwo lwamalizo, xa beyinikiwe inxalenye yawo, bayavuya, kodwa xa benganikwanga nto kuwo, yeha bayatshikila.
59. Ukuba bebenokwaneliseka yiloo nto uAllâh noMthunywa waKhe Abanike yona bathi, "UAllâh Wanele kuthi, uAllâh Uya kusipha kwiziBele zakhe, kanti noMthunywa waKhe, inene thina kuAllâh siza singabanethemba."

Icandelo 8

60. I*Sada'ka* (ye*Zakâh*) kuphela yeyabo bangamahlwempu nabasweleyo, nabo baqashelwe ukuyiqokelela nabo komelezwa iintliziyo zabo (batyekela ngakwi-Islam), nokukhulula abathinjwa, nabo banamatyala nabo baseNdleleni ka-Allâh, nabaseluhambeni; (olu) luxanduva olumiselwe nguAllâh kwaye uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.

61. Phakathi kwabo kukho abo bakhubekisa uMprofeti, bathi: "Yena ugundlebe[9]." Yithi wena: "Yena ungundlebe olungileyo kuni, ukholwa kuAllâh, ubathembile abakholwayo." Uyinceba kwabo bakholwayo kuni. Kodwa abo bakhubekisa uMthunywa ka-Allâh (uMuhammad) baya kufumana isohlwayo esibuhlungu.
62. Bafunga ngoAllâh kuni besenzela ukunivuyisa, kodwa bekuya kulunga ngakumbi (kubo) ukuba bebenokuvuyisa uAllâh noMthunywa waKhe ukuba bangamakholwa.
63. Abazi na okokuba nabani na ophikisa, abonakalise ubutshaba kuAllâh noMthunywa waKhe inene lowo okwakhe iya kuba nguMlilo wesiHogo ukuba ahlale apho? Elo lihlazo elibi ngokugqithisileyo.
64. Abahanahanisi banoloyiko lokuba hleze kubekho iSûrah etyhilwayo ngokubhekiselele kubo, edandalazisa okusezintliziyweni zabo. Yithi, "(Qhubekani) nigculele nina! Kodwa inene uAllâh uza kukubeka emhlotsheni konke oko nikoyikayo."
65. Xa ubabuza (ngale nto) bathi bona, "Hayi thina besithetha nje siqhula." Yithi, "Ingaba ibinguAllâh na neeVesi zaKhe noMthunywa waKhe na lo beniMgculela?
66. Musani ukuzithethelela; nina niye nangakholwa emveni kokuba besele nikholiwe. Ukuba Siyabaxolela abanye benu, Siya kubohlwaya abanye benu kuba bangabenzi bobubi."

Icandelo 9

67. Abahanahanisi, abangamadoda nabasetyhini banye, omnye ngowomnye kubo, bayahlangana ngobubi, balela abantu

9 Oku kuba ngundlebe (9:61) kuthetha ukuba uphulaphula yonke into. Oku kwakusitshiwo ngabahanahanisi ababehleba uMthunywa. UAllâh Uyamkhusela ngokuthi Abaxelele ukuba uMthunywa waKhe akaphulaphuli nokuba yintoni na, yena uphulaphula yonke into elungele amakholwa.

ukuba bangenzi okulungileyo, bazivale izandla zabo (ekunikeleni ngamalizo). Balibala (kudala) ngoAllâh, naYe ke Walibala ngabo. Inene abahanahanisi ngabenzi bobubi.

68. UAllâh Ubathembisile abahanahanisi abangamadoda nabasetyhini nabangakholwayo, ngoMlilo wesiHogo; baya kuhlala apho. Kuya kwanela oko kubo. UAllâh Ubaqalekisile kananjalo, okwabo sisohlwayo sanaphakade.

69. Njengabo bangaphambili kunani: babenamandla kunani. Benobutyebi nabantwana ngaphezulu kunani. Bona bonwabela esabo isahlulo (okwexeshana) nani ke yonwabelani esenu isahlulo (okwexeshana) njengabo bangaphambili kunani bonwabela isahlulo sabo okwexeshana; kananjalo nina niyazonwabisa emidlalweni nasekugqithiseni ixesha kanye njengoko babezonwabisa emidlalweni nasekugqithiseni ixesha. Abanjalo ngabo izenzo zabo zingento yanto kweli hlabathi nakuBomi oBuzayo. Abanjalo ngabo bangabalahlekelwa.

70. Ingaba imbali yabo bangaphambili kunabo ayizanga ifike na kubo? Abantu bakwa Nûh, abakwa-'Ad, nabakwaThamûd, abantu bakwaIbrâhîm nabemi bakwaMidiyani nabezixeko ezagqunyelelwayo; kuzo kwafika abaThunywa babo nemiqondiso ecacileyo. AyingoAllâh ke Owabenza ububi, koko ngabo ngokwabo abazenza ububi.

71. Amakholwa angamadoda namakholwa angabasetyhini ngabakhuseli omnye komnye, bayalela okulungileyo, balele (ukwenziwa) kokungcolileyo, benza i*Salâh*, banikele nge*Zakâh*, bathobele uAllâh noMthunywa waKhe. UAllâh Uya kuba nenceba ngakubo. Inene uAllâh nguSomandla, uSobulumko.

72. UAllâh Uthembise amadoda angamakholwa nabasetyhini abangamakholwa ngeMiyezo ekumpompoza imilambo phantsi kwayo, bahlale apho ngonaphakade, namabhotwe (ezindlu) amahle eMiyezweni yaseEdeni. Kodwa olona lonwabo lukhulu kukukholisa uAllâh. Leyo yimpumelelo enkulu.

Icandelo 10

73. Hini na Mprofeti, zabalaza ngamandla ngokuchasene nabangakholwayo nabahanahanisi, ube ngqwabalala kubo, ikhaya labo sisiHogo yaye sesona siphelo sohambo sibi eso.
74. Bafunga ngoAllâh okokuba akukho nto bayithethileyo (embi), kodwa eneneni bathethe ilizwi lokungakholwa, kananjalo baye abakholwa emveni kokuba bemkele i-Islam, kananjalo bona baye baqulunqa (ukubulala uMprofeti) qulunqo olo bangazanga bakwazi ukulufezekisa bengazanga bakwazi nokufumana isizathu sokwenza loo nto ngaphandle kokuba uAllâh noMthunywa waKhe Esuke wabatyebisa ngeziBele zaKhe. Kodwa ukuba bayaguquka, kuya kuba ngcono oko kubo, ukanti ukuba bayafulathela, uAllâh Uza kubohlwaya ngesohlwayo kobu bomi nakuBomi oBuzayo. Yaye abanabani emhlabeni ongumkhuseli okanye umncedi.
75. Ke kaloku phakathi kwabo kukho abo benza umnqophiso noAllâh (besithi), "Ukuba (uAllâh) Angasipha kubuBele baKhe; inene thina siya kunikela ngamalizo kananjalo thina siya kuba ngabanye babo bangamalungisa.
76. Wathi Akubanika kubuBele baKhe, baba ngamagqolo, bafulathela (bezele) yinkcaso.
77. Wabohlwaya ke Yena ngokufaka ubuhanahanisi ezintliziyweni zabo kude kube yiMini apho baya kuhlangana naYe, kuba bawaphula (umnqophiso) lowo ababethembise ngawo kuYe ngenxa yokuba babethetha ubuxoki.
78. Abazi na ukuba uAllâh Wazi iimbono eziziimfihlelo (zabo) namacebiso abo asekhusini, nokuba uAllâh nguMazi wokungabonwayo?
79. Abo banyelisa amakholwa anikela ngamalizo ngokuzithandela, nabo bangakwaziyo ukufumana into yokunikela ngaphandle kwaloo nto banayo, ke kaloku bayabagculela; uAllâh Uza

kukuphindisela kwakubo ukugculela kwabo yaye baza kufumana isohlwayo esibuhlungu.

80. Enokuba wena (Muhammad) ungabacelela itarhu okanye ungabaceleli itarhu. Kanti nokuba ungabacelela itarhu izihlandlo ezingamashumi asixhenxe uAllâh Akayi kubaxolela kuba baya bangakholwa kuAllâh nakuMthunywa waKhe. Kananjalo uAllâh Akabakhokeli abantu abangabenzi bobubi.

Icandelo 11

81. Abo bangazanga baye (kwidabi laseTabuk) babevuya ngokushiyeka kwabo kuMthunywa ka-Allâh; babekuthiyile ukuzabalaza nokulwa ngezinto zabo nobomi babo eNdleleni ka-Allâh, yaye babesithi, “Musani ukuya phambili kobu bushushu bungaka.” Yithi, “UMlilo wesiHogo utshisa ngaphezulu (kunoku) ukuba bebeqonda.”
82. Bayeke ke bahleke okomzuzwana, baza kulila ngaphezulu (kunokuhleka kwabo) oko kuya kuba yimbuyekezo yoko bakusebenzelayo.
83. Ukuba uAllâh Uye Wakubuyisela kwiqela labo (abahanahanisi), baze bacele imvume kuwe yokuya kulwa, yithi kubo: “Anisokuze nihambe nam ningasokuze nilwe utshaba nam nina nanonwabele ukuhlala phantsi (komawenu) ngesihlandlo sokuqala, hlalani kaloku nabo bashiyeka ngemva (nangoku).”
84. Kananjalo ungaze wena (Muhammad) uthandazele namnye kubo othe wafa, ungemi naphezu kwengcwaba lakhe. Inene bona baye bangakholwa kuAllâh nakuMthunywa waKhe, bada bafa besengabenzi bobubi.
85. Ke kaloku ubutyebi babo nabantwana babo, mabungakumangalisi. Icebo lika-Allâh kukubohlwaya ngezi zinto kobu bomi balo mhlaba, nokuba imiphefumlo yabo iphume kubo bengekakholwa.

86. Kananjalo xa kutyhilwa iSûrah (ye'Kur'ân) ibayalela ukuba mabakholwe kuAllâh, bazabalaze ngamandla, balwe noMthunywa waKhe; abazizityebi phakathi kwabo baye bacele ukuba ubakhulule bangangeni (edabini) bathi, "Siyeke (sihlale), thina siya kuba nabo bahleli (emawabo).
87. Bayoneliseka bona kukuhlala (nabafazi) abashiyeka ngemva (emawabo). Iintliziyo zabo zitywiniwe yaye abaqondi.
88. Kodwa yena uMthunywa nabo bakholwa naye bazabalaza, balwa ngobutyebi babo nobomi babo. Abanjalo izinto ezilungileyo zezabo, yaye ngabo abaza kuphumelela.
89. UAllâh Ubalungiselele iMiyezo ekumpompoza amanzi ngaphantsi kwayo, baya kuhlala apho ngonaphakade. Leyo yimpumelelo enkulu.

Icandelo 12

90. Ke bona abo banika izizathu (zokungayi edabini) abangama-Arabhu asentlango baye beza bakucela imvume yakho ukuba ubavumele bangayi (edabini), nabo baxokayo kuAllâh noMthunywa waKhe bahlala emawabo (bengacelanga nemvume) isohlwayo esibuhlungu siza kubahlasela abangakholwayo.
91. Akukho gxeke kwabo babuthathaka nabagulayo, abangenandlela yakufumana nto yakuchitha (kumalizo), ukuba banyanisekile, bethembekile kuAllâh nakuMthunywa waKhe. Akuyi kubakho siphene ngokumayela nabenzi bokulungileyo, kananjalo uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
92. Akukho (gxeke kananjalo) kwabo beza kuwe ukuba babonelelwe ngamaqegu, xa wathi wena, "Andikwazi ukunifumanela amaqegu," babuyela emva amehlo abo ethe gwantyi ziinyembezi, bekhathazekile kukungafumani nto yakunikela (edabini).

93. Igxeke likwabo bazizityebi kuphela, abacela ukukhululwa (bangayi edabini). Bona bayaneliseka kukushiyeka (nabafazi) abashiyeka ngemva (emawabo) kananjalo uAllâh uzitywinile iintliziyo zabo khon'ukuze bangazi nto.

94. Bona (abahanahanisi) baza kuza nezizathu kuni xa nifika kubo. Yithi wena (Muhammad), "(Nifane) neza nezizathu, thina asiyi kunikholelwa. UAllâh sele Esixelele kakade ngeendaba eziphathelene nani. UAllâh noMthunywa waKhe Uza kuqwalasela izenzo zenu. Ekugqibeleni niza kubuyela kwakuSolwazi wokungabonwayo nokubonwayo, Aze Yena Anixelele ngoko nanikwenza (ehlabathini)."

95. Baza kufunga ngoAllâh kuni xa nibuyela kubo ukuze nibayeke (ningabenzi nto), Bayekeni njalo. Inene bona bakukungcola, ikhaya labo sisiHogo, esingumvuzo wabo ngoko bakwenzileyo.

96. Baza kufunga kuni khona ukuze nikholiseka ngabo, ke kaloku ukuba niye nakholiseka ngabo nina, inene Yena uAllâh Akakholiseki ngabatu abazizingcoli.

97. Ama-Arabhu asentlango ngawona mabi ekungakholweni nasebuhanahanisini, yaye wona ubukhulu becala akanalwazi ngemithetho ka-Allâh Awayityhila kuMthunywa waKhe (uMuhammad), kwaye uAllâh nguSolwazi uSobulumko.

98. Phakathi kwama-Arabhu asentlango kukho abo bajonga abakuchitha (eNdleleni ka-Allâh) kokulungileyo njengentlawuliso yesohlwayo baze baninqwenelele ukuba nihlelwe lishwangusha phezu kwenu, ishwangusha lokubi ke malihle phezu kwabo, yaye uAllâh nguSokuva, uSolwazi.

99. Kananjalo kuma-Arabhu asentlango kukho abo bakholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela, abajonga oko bakuchitha eNdleleni ka-Allâh besenzela ukuzisondeza kuAllâh, nendlela yokwamkela imithandazo yoMthunywa. Inene ezi ziindlela zokuzisondeza kwabo. UAllâh Uza kubangenisa kwiNceba yaKhe. Inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

Icandelo 13

100. Nabo baba ngabokuqala ukwamkela i-Islam kwiiMuhâjirûn[10] nama-Ansâr[11] nabo babalandelayo (elukholweni) uAllâh Ukholisekile ngabo njengoko nabo bekholisekile nguYe. Ubalungiselele iMiyezo ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo, baya kuhlala apho ngonaphakade. Leyo yimpumelelo enkulu.
101. Kananjalo phakathi kwama-Arabhu asentlango akungqongileyo kukho abangabahanahanisi, kanti nabanye kubantu base Al-Madînah abathe gqolo ukuba nobuhanahanisi, wena akubazi, Thina Siyabazi. Siza kubohlwaya ngokuphindwe kabini, baze emva koko babuyiselwe kwesona sohlwayo sikhulu.
102. Kukwakho nabanye abazivumayo izono zabo, bona baye baxuba isenzo esilungileyo nesenzo esingendawo. Mhlawumbi uAllâh Uza kubuya ngetarhu kubo. Inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
103. Thabatha i*Sada'kah*[12] ebutyebini babo ukuze ubahlambulule ubangcwalise ngayo, ubathandazele kuAllâh. Inene imithandazo yakho iyindlela yokhuseleko kubo, kananjalo uAllâh nguSokuva, uSolwazi.
104. Abazi na ukuba uAllâh Uyayamkela inguquko kwizicaka zaKhe Athabathe ne*Sada'kah*, kwanokuba uAllâh Eyedwa nguYe Oxolelayo, Amkele nenguquko, uSozinceba.
105. Kananjalo yithi (Muhammad), "Yenzani izenzo (ezilungileyo)! UAllâh Uza kuzibona izenzo zenu, ngokunjalo noMthunywa

10 IiMuhajirûn (9:100) ngamaMuslim aseMakkah aye alandela uMprofeti uMuhammad ukufuduka kwakhe ukuya eMadinah
11 AmaAnsâri (9:100) ngamaMuslim aseMadinah aye amkela uMprofeti kunye neeMuhajirûn ukufika kwabo eMadinah
12 I*Sada'kah* (9:103) ngumrhumo wamalizo ongesosinyanzeliso kodwa kukhuthazwa kakhulu ukwenziwa kwawo.

waKhe namakholwa. Kwaye niza kubuyiselwa kuYe uMazi wokungabonwayo nokubonwayo, Aze Anixelele Yena enakwenzayo."

106. Ke kaloku abanye baye balindiswe ummiselo ka-Allâh, enokuba Uza kubohlwaya na okanye Abaxolele. UAllâh nguSolwazi, uSobulumko.

107. Ke kaloku abo bakha iMasjid; beyakhela ukona nokungakholwa nokwenza iyantlukwano kumakholwa nokuba ibe sisikhululo semikhosi yabo benza imfazwe ngokuchasene noAllâh noMthunywa waKhe (uMuhammad) kumathuba angaphambili, baza bafunga bathi injongo yabo ayinto yimbi ngaphandle kokwenza okulungileyo. Ke Yena uAllâh Unika ubungqina bokuba bangamaxoki okwenene.

108. Ungaze ume (uthandaze) apho (kuloo masjid). Inene, iMasjid esiseko sayo sathi kwangomhla wokuqala saba phezu kobunyulu yiyona ifanelwe kukuba ume kuyo wena. Kuyo apho kukho amadoda athanda ukuzicoca, azihlambulule imiphefumlo yawo. Ke kaloku uAllâh Uyabathanda abo bazicocayo bazihlambulule.

109. Ingaba lowo wabeka isiseko sesakhiwo sakhe phezu kobunyulu kuAllâh nokukholisa Yena, nguyena ungcono na okanye ngulowo wabeka isiseko sesakhiwo sakhe ecicini lomngxuma osele ulungele ukuphasalaka (eso sakhiwo sakhe sithi saa) phantsi, kangangokuba sidilike siphasalake sibe ngamasuntswana ndawonye naye eMlilweni wesiHogo? UAllâh Akabakhokeli abantu abazizingcoli.

110. Isakhiwo abasakhileyo asisokuze siyeke ukuba ngunobangela wobuhanahanisi neentandabuzo ezintliziyweni zabo ngaphandle kokuba (ezo) ntliziyo zabo zinokusikwa zibe zizicwityana, ke kaloku uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.

Icandelo 14

111. Inene uAllâh kumakholwa Uthenge ubomi bawo nezinto zawo (ngexabiso) elikukuba okwawo ibe yiPaladesi. Wona alwa eNdleleni ka-Allâh, ayabulala nawo abulawe. (Esi) sisithembiso senyaniso esisisibophelelo kuYe kwiTorah nakwi-*Injîl* nakwi'Kur'ân. Ngubani na ke onyanisekileyo kumnqophiso wakhe ngaphezu koAllâh? Ke kaloku vuyelani isisulu esenibhambathise ngaso. Leyo yimpumelelo enkulu ngenene.

Icandelo 14

112. Abo babuyela kuAllâh ngenguquko, bamMkhonze, baMdumise bazile, bagobe baqubude kuYe, abayalela ukwenziwa kokulungileyo, balele ukwenziwa kokungalunganga. Nabagcina imiyalelo ebekwe nguAllâh, vakalisa iindaba zovuyo ke kwabo bakholwayo.
113. Akulunganga kuMprofeti nabo bakholwayo ukuba bacelele abakhonzi bezithixo itarhu kuAllâh enokuba bazizizalwana zabo na, emva kokuba sele kucacile kubo okokuba bangabahlali baseMlilweni.
114. NoIbrâhîm ukucelela kwakhe utata wakhe itarhu kwakungenxa yokuba wayesele enze isithembiso kwangaphambili kuye (uyise). Kodwa kwathi kusakucaca mhlophe kuye (uIbrâhîm) okokuba utata wakhe wayelutshaba luka-Allâh, wazikhwebula kuye. Inene uIbrâhîm wayenentliziyo enobulali, enokunyamezela.
115. Kananjalo uAllâh Akasokuze Akhokelele abantu ekulahlekeni emveni kokuba Ebanikile isikhokelo de enze kucace kubo ukuba yintoni na ekufuneka bengayenzanga. Inene uAllâh nguMazi wezinto zonke.

116. Inene loluka-Allâh ulongamelo lwamazulu nomhlaba, Unika ubomi Enze ukufa. Ukanti ngaphandle koAllâh aninamkhuseli ningenamncedi.
117. UAllâh Umxolele uMprofeti, iiMuhâjirûn[13] nama-Ansâr[14] amlandelayo ngexesha eyayilelikaxakeka (ngedabi laseTabûk) emva kokuba iintliziyo zeqela labathile kubo zaphantse zaphambuka (eNdleleni) kodwa Yena Wayamkela inguquko yabo. Inene Yena Uzele yimFesane neNceba kubo.
118. Wabaxolela kananjalo nabanye abathathu[15] (abaye basala ngasemva abaya edabini) emveni kokuba wathi umhlaba ungaka ukuba banzi, wasuka wacutheka kubo, nabo buqu (baziva) becuthekile baqonda kananjalo okokuba akukho ukubaleka kuAllâh, kungekho lukhuseleko ngaphandle kolwaKhe. Wabaxolela ke khona ukuze bakwazi ukucela ukuxolelwa NguYe. Inene uAllâh nguYe Oxolelayo Amkele inguquko, nguSozinceba.

Icandelo 15

119. Hini na nina bakholwayo! Moyikeni uAllâh, nibe kunye nabo banyanisekileyo.
120. Kwakungeyonto ilungileyo kubantu baseMadinah nama-Arabhu asentlango ayengabamelwane okokuba bashiyeke ngemva kuMthunywa ka-Allâh (uMuhammad) nokuba bakhethe (ukusindisa) ubomi babo kunobakhe. Oko

13 IiMuhâjirûm (9:117) ngabalandeli boMprofeti uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh lube phezu kwakhe, ababesuka eMakkah bafudukela ukuya kuba kunye naye eMadinah.
14 Ama-Ansâr (9:117) ngabalandeli boMprofeti uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh lube phezu kwakhe, ababengabemi baseMadinah nababamkelayo abo babesuka eMakkah.
15 Abathathu (9:118) ngamadoda amathathu angazanga aye edabini laseTabûk. La madoda enza amaqhinga ngokuthi anike izizathu ezingekhoyo esoyika ukuya kulwa emfazweni.

kwakungenxa yokuba abazanga bafunyanwe lunxano, bengazanga basindwa bubuthongo, bengazanga badliwa yindlala eNdleleni ka-Allâh, bengazanga bathabatha naliphi na inyathelo ukuvusa umsindo wabangakholwayo bengazanga babavisa nonjani umonzakalo abaziintshaba kodwa oko kubhaliwe njengemisebenzi emihle yabo abayenzayo. Inene uAllâh Akawonakalisi umvuzo wabenzi bokulungileyo.

121. Kungekho kwanto bayichithayo (kumalizo eNdleleni ka-Allâh) encinane nokuba yenkulu na bengazanga bawele ntili, kodwa kubhaliwe oko (ukuba bakwenza) khon'ukuze uAllâh abavuze ngokungcono ngakumbi kunoko bona bakwenzayo.

122. Kananjalo akuyonto ilungileyo kumakholwa ukuba aphume onke aye kulwa (i*Jihâd*). Kumkhosi ngamnye wabo, iqela elithile lifanele liphume, ze abo bashiyeke ngasemva bafumane iimfundiso zenkolo, khon'ukuze bakwazi ukulumkisa abantu bakubo xa bebuyela kubo, ukuze babe nokuphaphama.

Icandelo 16

123. Hini na nina bakholwayo yilwani nabo bangakholwayo bazizizalwana zenu, mabafumane ubungqwabalala kuni; bazi kananjalo okokuba uAllâh ukunye nabamoyikayo.

124. Qho xa kufika iSûrah abanye babo bathi, "Ngubani ke owongezeleleke ukholo lwakhe yiyo?" Ke bona abo bakholwayo, iyalongezelela ukholo lwabo yaye banochulumanco.

125. Ke bona abo iintliziyo zabo zinesifo, iya kongeza izikrokro neentandabuzo kwizikrokro zabo, nokungakholwa nokuthandabuza, baze bafe besengabangakholwayo.

126. Ababoni na ukuba bafakwa elucikidweni kube kanye okanye kube kabini enyakeni, kodwa abajiki babuye ngenguquko, bengafundi nasifundo (kolo cikido).

127. Maxa onke kufika iSûrah bayana ngamehlo, (besithi omnye komnye) “Ingaba ukhona na onibonayo?” Baze bafulathele bemke. Ke kaloku uAllâh Uzigqwethile iintliziyo zabo kuba bangabantu abangaqiqiyo.

128. Inene ufikile kuni uMthunywa (uMuhammad) ephuma phakathi kwenu. Iyamkhathaza yena into yokuba nifumane umonzakalo okaye ubunzima. Yena unenkathalo ngani, kumakholwa uzele lusizi, imfesane, nenceba.

129. Kodwa ukuba bayatshikila bemke, yithi (Muhammad) uAllâh Wanele Eyedwa kum. Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe. Mna ndibeka ithemba lam kuYe kwaye Yena yiNkosi yeTrone yaMandla.

ISahluko 10
YÛNUS (UYONA) 10

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba

Icandelo I

1. Alif-Lâm-Râ Ezi ziiVesi zeNcwadi yobulumko[1]
2. Ingaba ngumnqa na ebantwini into yokuba Sithumele isiTyhilelo seThu kwindoda ephuma phakathi kwabo[2] ukuba ilumkise abantu (ngoMlilo ozayo), inike iindaba ezivuyisayo kwabo bakholwayo (zokuba) inene okwabo yinyaniso (yezenzo ezilungileyo) abakhokelise ngazo eNkosini yabo. Abangakholwayo bathi: "Inene lo ngumenzi wemilingo ocacileyo."
3. Inene iNkosi yenu nguAllâh Owadala amazulu nomhlaba ngeentsuku ezintandathu Wabuya Wanyusela iTrone yaKhe ngentla[3]. Elungelelanisa imeko yezinto zonke. Akukho mthetheleli (unokuMcenga) ngaphandle kokuba Uvumile Yena. NguAllâh ke loWo, iNkosi yenu; nina nqulani Yena (Yedwa), ngoku ke ingaba aniyi kukhumbula?
4. KuYe kulapho niza kubuyela khona nonke. Isithembiso sika-Allâh siyinyaniso. NguYe Oqalela indalo ukanti Uza kuphinda Ayiphinde khon'ukuze Anike umvuzo ngobulungisa abo bakholwayo, benza izenzo ezilungileyo. Ke bona abo

1 Ubulumko bokwahlula okulungileyo kokubi (10:1).
2 Indoda ephuma phakathi kwabo (10:2) nguMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, aba aphuma phakathi kwabo ngama-Arabhu okanye luluntu lonke.
3 Ukunyusela iTrone yaKhe ngentla (10:3) akufanelanga kuthathwa lula kuba oku kuthetha ukuba Wanyusela ngentla iTrone yaKhe ngendlela efanele Yena, hayi ngendlela abantu abacinga ngayo.

bangakholwayo kuYe baya kufumana ulwelo[4] olubilayo lube sisiselo sabo ngenxa yokuba bengakholwa.

5. NguYe Owenze ilanga laba sisikhanyisi nenyanga yaba kukukhazimla Waza Wayiqingqela amaxesha khon'ukuze nazi inani leminyaka noqikelelo. UAllah Akazidalelanga nto yimbi ezo (zinto) ngaphandle kwenyaniso. Yena Ucacisa iiVesi (ngengcombolo) kubantu abanolwazi.
6. Inene, ekwahlukaneni kobusuku nemini nakuko konke oko uAllâh Akudalileyo emazulwini nasemhlabeni kukho imiqondiso kwabo balugcinayo uxanduva lwabo kuAllâh, baMoyike kakhulu.
7. Inene, abo bangenathemba lakudibana naThi, kodwa babe bonwabile, banelisekile bubomi beli hlabathi, nabo bangazihoyanga iiVesi zeThu.
8. Abo ke ikhaya labo liya kuba nguMlilo, ngenxa yoko (kungendawo) bakusebenzelayo.
9. Inene abo bakholwayo, benze imisebenzi elungileyo, iNkosi yabo Iya kubakhokelela ngokholo lwabo; ezantsi kwabo kuya kumpompoza imilambo kwiMiyezo eyonwabisayo (ePaladesi).
10. Indlela yabo yokucela apho iya kuba ngu*Subhanaka Allâhumma* (uZuko malube kuWe O Allâh) nombuliso wabo apho iya (kuba kukuthi), "*Salâm*" (makube luxolo nokhuseleko), Ize ukuqukumbela kwabo isicelo sabo ibe *nguAlhamdulillâhi rabbil'âlamîm* (Ukudunyiswa kokuAllâh iNkosi, uMlondolozi wamazwe).

Icandelo 2

11. Kananjalo ukuba uAllâh Ebe nokukhawuleza (ukuhlisa) ububi ebantwini njengoko Ekhawuleza ukuhlisa okulungileyo phezu kwabo, ngesele batshabalalayo. Ke kaloku Siyabayeka abo

4 Ulwelo (10:4), ngesiNgesi yi"fluid" yinto engathi ngamanzi, eyikiyiki kungenjalo ejiyileyo okanye engajiyanga.

bangalindelanga kuhlangana naThi, bafathule ngobumfama ekulahlekeni (kwabo).

12. Kananjalo uthi umntu esakufunyanwa bububi, (aqale) abize kuThi, engqengqe ngecala, ehleli phantsi okanye emi (ngeenyawo). Kodwa Sithi Sisakubususa ububi obo kuye, asuke abe ngathi akhanga abize kuThi ngobubi obe bumfumene! Ke kaloku kwenziwe kwabonakala kukuhle kubenzi bobubi oko bakwenzayo.
13. Thina k Sazitshabalalis izizukulwana ezingaphambili kunani, ngenxa yobugwenxa ezabenzayo, lo gama abaThunywa bazo beza kuzo nemiqondiso ecacileyo, kodwa zona (izizukulwana ezo) azabi ngabo abakholwayo! Sibabuyekeza kanjalo ke abantu abangabenzi bobubi.
14. Saza Senza nina ukuba nivele emvakwabo, emhlabeni, khon'ukuze Sijonge okokuba niza kusebenza njani na nina.
15. Yabonani xa iiVesi zeThu zicengcelezwa kubo abo bangenathemba lakudibana naThi (ngeNye iMini), bathi, "Sizele ne'Kur'ân engasiyiyo le, kungenjalo tshintsha le." Yithi wena (Muhammad), "Ayikokwam ukuyitshintsha ngokwendlela endithanda ngayo, kuphela mna ndilandela oko kutyhiliweyo kum. Inene mna ndoyika isohlwayo seMini eNkulu xa ndinokungayithobeli iNkosi yam."
16. Yithi (Muhammad), "Ukuba uAllâh Ebethande njalo ngendingakhanga ndayicengceleza kuni, Ebengazi kuyenza yazeke nokwazeka kuni. Inene, mna ndiphile ubomi obude nani ngaphambili ukuza kuthi ga ngoku. Ingaba aninangqiqo na?"
17. Ngubani na owenza ubugwenxa obugqithe obalowo uqamba ubuxoki ngoAllâh okanye aphike iiVesi zaKhe? Inene abenzi bobubi abasokuze baphumelele.
18. Kananjalo banqula nto zimbi ngaphandle koAllâh ezingenakubenza bubi, zingekhe zibazuzise nto, baze bathi, "Ezi (zithixo, okanye, ezi zinyanya) zethu ngabathetheleli

bethu kuAllâh." Yithi (kubo): "Ingaba nixelela uAllâh ngezinto Angenalwazi ngazo emazulwini nasemhlabeni kusini na? Makazukiswe, Yena Uphakamile, Ungentla kwazo zonke (ezo zinto) bazayamanisa naYe."

19. Abantu babeluluntu olunye baza (kamva) baba nezahlukano ukanti ukuba kwakungekho ngenxa yelizwi elaphumayo livela eNkosini yakho, ngesele kwagwetywa phakathi kwabo mayela noko babephikisana ngako.
20. Kananjalo bathi, "Kutheni na ukuba kungabikho mqondiso othunyelwayo kuye (uMuhammad) ovela eNkosini yaKhe?" Yithi wena: "Okungabonwayo kokuka-Allâh, ke lindani nam ndilindile phakathi kwabo balindileyo[5]."

Icandelo 3

21. Kananjalo Sithi Sisakwenza abantu ukuba bangcamle uBabalo emva kobunzima obebubathwaxile, basuke baqulunqe ngokuchasene nemiqondiso yeThu, yithi ke wena (kubo), "UAllâh Ukhawuleza ngakumbi ekuqulunqeni!" Inene, izithunywa zeThu zikubhala phantsi konke oko nikuqulunqayo.
22. Nguye Onenza nibe nako ukuhambahamba emhlabeni nangolwandle, de nibe sezinqanaweni, ziwize[6] nabo ngomoya oba luncedo, baze bavuye phakathi kuzo apho kude kufike umoya oyinkanyamba namaza, eze kubo macala onke, bade bacinge ukuba bagubungelekile. Babize kuAllâh benze ukholo lwabo lusulungeke kuYe Yedwa, (besithi): "Ukuba Wena Wedwa Ungasihlangula kule (meko), inene thina siya kuba ngaba nombulelo."
23. Kodwa Esakubahlangula basuke (batsho) ukuba ngabavukeli emhlabeni, babe nobugwenxa. Hini na nina luntu (obo)

5 Abalindele iMini yoMgwebo (10:20).
6 Ukuwiza (10:22) kuthetha ukudada ngokungabethi qampu.

buvukeli benu (nibenzayo, nibenza) ngokuchasene nani kuphela, lulonwatyana olufutshane lobomi beli hlabathi, kodwa (isiphetho) kukuThi apho niza kubuyela khona yaye Siza kunazisa ngoko nakwenzayo.

24. Inene, umzekelo wobomi beli hlabathi unje ngamanzi (emvula) eSiwathoba phantsi, esuka esibhakabhakeni; ukuze ngawo kuhlume imveliso eyingxubevange yomhlaba, leyo abantu neenkomo bayidlayo: de umhlaba ugqunywe ngemihombiso yawo, wenziwe mhle nabantu bawo bade bacinge ukuba banawo onke amandla okuwulawula, Umyalelo weThu uwufikele ngobusuku okanye emini, Size Siwenze ukhuthuke, khuthukiyane ube ngathi uchetywe wavunwa, ube ngathi akhanga uchume izolo! Sizichaza, zicace kanjalo ke iiVesi zeThu kubantu abacingisisayo.
25. Yena UAllâh Umemela kwikhaya loxolo (iPaladesi), Akhokelele lowo Athande ukumkhokelela eNdleleni ethe Tye.
26. Kwabo benze okulungileyo iya kuba ngumvuzo ongowona mhle nangaphezulu. Akuyi kubakho bumnyama, naluthuli, nahlazo liya kugquma ubuso babo. Bona bangabahlali basePaladesi baya kuhlala apho ngonaphakade.
27. Ke bona abo basebenzele izenzo ezingcolileyo, imbuyekezo yesenzo esingcolileyo yinto ekwafana naso, nehlazo elinyelisayo eliya kugquma (ubuso) babo, Akukho mkhuseli baya kumfumana kuAllâh. Ubuso babo buya kugqunywa bube ngathi ziingcucu eziphuma kwinzulu yobumnyama yobusuku, ngabahlali baseMlilweni, (ke abo) abaya kuhlala apho ngonaphakade.
28. Kananjalo ngeMini leyo Siya kubadibanisa ndaweninye bonke, Siya kuthi kwabo bayamanisa amahlulelane kuThi, “Yimani njalo ezindaweni zenu! Nina ndawonye namahlulelane enu (enaniwanqula)”. Size Sibahlukanise, aze amahlulelane abo athi: “Yayingesithi aba nanibanqula.

29. Ke kaloku uAllâh UliNgqina ngokwaneleyo phakathi kwethu nani, lokuba inene thina asazi nto ngokunqulwa kwethu nini."
30. Apho! Umphefumlo ngamnye uya kufakwa ematyaleni ngoko wakwenzayo ngaphambili, kananjalo bona baza kubuyiselwa kuAllah, Inkosi yabo, EyiNyaniso kuze kunyamalale kubo oko babedla ngokukuqamba (unqulo lwezithixo).

Icandelo 4

31. Yithi (Muhammad), "Ngubani na oninika umfunzelo ovela esibhakabhakeni nasemhlabeni? Ingubani olawula ukuva nokubona? Kanti ngubani Okhupha abaphilayo kwabafileyo? Ize ibe ngubani uMlungelelanisi wemicimbi?" Baza kuthi, "NguAllâh." Yithi, "(Ke ngoku) aniyi kumoyika?"
32. Lowo nguAllâh, iNkosi yenu yenyaniso, ke ngoku emveni kwenyaniso ingaba yintoni enye ngaphandle kokulahleka? Yintoni kanye eniphambukisileyo?
33. Elo ke liLizwi leNkosi yakho eligwetyelwa ngakhona ngokuchasene nabo bangabangabenzi bobubi, inene bona abayi kukholwa.
34. Yithi, "Ingaba kuloo mahlulelane enu likhona na elikwaziyo ukuyila indalo lize liyiphinda-phinde?" Yithi, "UAllâh Uyila indalo Aze Ayiphinda-phinde. (Ke ngoku) niphambukiswe yintoni nina (eNdleleni ethe Tye)?"
35. Yithi: "Ingaba kuloo mahlulelane enu (nithi ngaka-Allâh) likhona elikhokelela enyanisweni?" Yithi,

"Kokuka-Allâh ukukhokelela enyanisweni. Ingaba Ofanelwe kukunqulwa nguloWo ukhokelela enyanisweni na nokuba ngulowo ungafumani siKhokelo ngaphandle kokokuba kwayena akhokelwe? Kanti kwenzeka ntoni na kuni? Nigweba kanjani na?"

36. Ke kaloku uninzi lwabo alulandeli nto ngaphandle koqash-qash. Inene, uqash-qash akayi kunceda nto ngokuchasene nenyaniso. Inene uAllâh Ukwazi konke oko bakwenzayo.
37. Kananjalo le 'Kur'ân asinto enokufane ivezwe nguye nabani na ongengoAllâh, koko isisingqino (seziTyhilelo) ezatyhilwa phambi kwayo, yaye iyingcaciso efezekileyo ekungekho ntandabuzo kuyo, ivela kwiNkosi (uMlondolozi) wamazwe.
38. Okanye mhlawumbi bathi, Uyiqambe (ngokwakhe uMuhammad)? Yithi, "Vezani iSûrah efana nayo kaloku, nize nibize nakubani na lowo eninokubiza kuye ngaphandle koAllâh, ukuba ninenyaniso."
39. Yeha, bakuphikile oko bangenako ukukuqulatha elwazini lwabo, (nolwazi) lwengcaciso yoko kungekafiki kubo. Ukant nab bangaphambil kunab baphika. Khawubone ke ukuba saba yintoni na isiphelo sabagabadeli!
40. Kananjalo phakathi kwabo kukho abo bakholwayo kuyo kuze phakathi kwabo kubekho abangakholwayo kuyo, ukanti iNkosi yakho Iyabazi abenzi bobubi.

Icandelo 5

41. Ke kaloku ukuba bayakuphikisa, yithi wena, "Mna ndinezenzo zam, ukanti nani ninezenzo zenu! Nina nimsulwa koko ndikwenzayo mna, kanti nam ndimsulwa koko nikwenzayo nina!"
42. Phakathi kwabo bakhona abakuphulaphulayo, kodwa ungazenza izithulu zive na nokuba aziqiqi?
43. Ukanti phakathi kwabo kukho abaye bakujonge (ndla ngamehlo), kodwa ungaze ukwazi ukukhokela iimfama na nokuba aziboni?
44. Inene uAllâh Akaboni abantu nangantoni na, koko ngabantu ngokwabo abazonayo.

45. NgeMini Aza kubahlanganisela ndawonye bonke, iya kuba ngathi azanga bakhe bahlale (kweli hlabathi) iya kuba ngathi baphile iyure enye yemini. Baya kwazana. Abaya kutshabalala ngokwenyani ngabo babephika indibano yabo noAllâh, bengengabo nabakhokelelekileyo.
46. Enokuba Singakubonisa na (ngoku usaphilayo Muhammad) okuthile koko Sibathembise ngako (kusisohlwayo), okanye Sikwenze ufe (ungakubonanga), kuya kuhlala kukuThi apho baza kubuyela khona, ngapha koko uAllâh UliNgqina loko bakwenzayo.
47. Isizwe ngasinye sinoMthunywa (waso), uya kuthi akufika umthunywa (lowo esizweni sakhe) umcimbi ugwetywe phakathi kwabo ngobulungisa, yaye abazi koniwa.
48. Ke kaloku bathi: "Siya kufika nini na esi sithembiso (sesohlwayo), ukuba ngaba nithetha inyaniso?"
49. Yithi (Muhammad): "Mna andinamandla akwenza bubi esiqwini sam, kungekho nzuzo ndinokuzizuzisa yona ngaphandle koko uAllâh Athande (ukundenza kona)." Sizwe ngasinye sinexesha esilibekelweyo, lisakufika ixesha (elo) labo abangekhe balilibazise bengekhe balikhawulezise nangeyure (enye).
50. Yithi, "Khanijongeni! Ukuba isohlwayo eso saKhe sinokunihlela ngobusuku okanye emini, yiyiphi inxalenye yaso abenzi bobubi abanokuyingxamela?"
51. Makube ke ngoko niya kuthi xa sithe sehla ngokwenene, nikholwe kuso? (kuze kuthiwe kuni), "Nithini na ke ngoku? Kudala kakade nisingxamele!"
52. Ke kaloku kuya kuthiwa kubo abo bangabenzi bobubi, "Ngcamlani ke isohlwayo sanaphakade? Ingaba nibuyekezwe nganto yimbi na kunoko nakusebenzelayo?"
53. Baya kubuza (Muhammad) ukuba, "Ingaba iyinyani na (into yokuba isohlwayo neMini yokuGqibela siza kwenzeka)?" Yithi,

"Ewe! (Ndifunga) ngeNkosi yam! Iyinyani ngokwenene yaye aniyi kuphuncula (kuzo)!"

Icandelo 6

54. Yaye ukuba umntu ngamnye owenze ububi ebengaba nabo bonke ubutyebi beli hlabathi aze afune ukuzisindisa kuAllâh ngokuzihlawulela ngabo (bebungayi kwamkelwa kuye). Baya kuba lusizi ezintliziyweni zabo xa besibona isohlwayo, yaye baza kugwetywa ngobulungisa akukho bugwenxa buya kwenziwa kubo.
55. Ngokungathandabuzekiyo, inene, konke okusemazulwini nasemhlabeni kokuka-Allâh. Akuthandabuzeki, inene, isithembiso sika-Allâh siyinyaniso kodwa uninzi lwabo alwazi.
56. NguYe Onika ubomi, Enze ukufa, yaye (nonke) niza kubuyela kuYe.
57. Hini na bantu! Intshumayelo (elungileyo) evela eNkosini yenu ifikile kuni (i'Kur`ân), iyimpiliso koko (kuzizifo) kusezifubeni[7] (zenu) ikwasisiKhokelo, nenceba kumakholwa.
58. Yithi, "KubuBele buka-Allâh, nakuBabalo lwaKhe (abantu) mabagcobe." Oko kokona kulungileyo endaweni (yobutyebi) ababuqokelelayo.
59. Yithi, "Khangelani (apha), kungani na ukuba imbonelelo uAllâh Ayithumele kuni niyenza ivumeleke okanye ibe yinqambi nje?" Yithi "NguAllâh na Onivumele (ukuba nenze loo nto), okanye niziqambela ubuxoki ngoAllâh?"
60. Yintoni kanye ecingwa ngabo baqamba ubuxoki ngoAllâh, ngeMini yoVuko, Inene, uAllâh UnobuBele ebantwini, kodwa uninzi lwabo alunambulelo.

7 ezintliziyweni

Icandelo 7

61. Nawuphi na umsebenzi (Muhammad) owenzayo, nasiphi na isenzo esilungileyo okanye ucengceleze nantoni na ye'Kur`ân kanti nani nina (bantu) akukho senzo nisenzayo Size Thina Singabi ngomaNgqina aso xa nisenza. Kwaye akukho nto ifihlakeleyo eNkosini yakho nokuba ilisuntswana na emhlabeni okanye ezulwini, akukho nto incinane kunoko nenkulu kunoko (engabhalwanga) eNcwadini ecacileyo.
62. Yabonani! Inene, kwii-*Awliyâ*[8] zika-Allâh akuyi kubakho koyika kuzo kungayi kubakho kuxhalaba.
63. Abo bakholwayo bahlala bemoyika uAllâh.
64. Okwabo zindaba ezivuyisayo kubomi beli hlabathi, nakuBomi oBuzayo. Akuyi kubakho kuguquka eMazwini ka-Allâh. Le iya kuba yimpumelelo enkulu.
65. Kananjalo musa ukuvumela intetho yabo ikukhubekise wena (Muhammad) kuba konke ukuhlonipheka kokuka-Allâh. Yena nguSokuva, uSolwazi.
66. Ewe nje! Ngoka-Allâh (wonke) osemazulwini nosemhlabeni. Ke abo babiza kwabanye ngaphandle koAllâh, abalandeli mahlulelane (abathi ngaka-Allâh), balandela uqash-qash yaye baqamba ubuxoki.
67. NguYe Owanenzela ubusuku ukuba niphumle ngabo, nemini ukuba nibone ngayo. Inene koku kukho imiqondiso kubantu abevayo.
68. Bathi, "UAllâh Uzele unyana." Makazukiswe Yena, Yena Akadingi nto, okwaKhe kuko (konke) okusemazulwini nako (konke) okusemhlabeni. Aninagunya ninalo mayela noku. Kanti nithetha eningakwaziyo na ngoAllâh?
69. Yithi, "Inene, abo baqamba ubuxoki ngoAllâh abaphumeleli."

8 Ii-*Awliyâ* zika-Allâh (10:62) ngabo bakholelwa kubunye buka-Allâh, bamoyike kakhulu, bashenxe kuzo zonke izalelo zaKhe, bamthande kakhulu, benze zonke izenzo ezilungileyo Ayalele ukuba zenziwe.

70. Lulonwabo lwexeshana olwalo mhlaba! Ukanti kuThi kulapho baza kubuyela khona, Size Sibangcamlise isohlwayo esibuhlungu kakhulu ngenxa yokungakholwa kwabo (kuAllâh).

Icandelo 8

71. Ke kaloku bacengcelezele iindaba zikaNûh xa wathi kubantu bakubo, "Hini na bantu bakuthi, ukuba ngaba ukuhlala kwam (nani), nokunikhumbuza kwam ngeeVesi zika-Allâh kuyaninzimela, mna ke ndibeka ithemba lam kuAllâh. Hlanganani, niqulunqe icebo lenu ke, nina ndawonye namahlulelane enu nize nenze elo cebo lenu lingabi nakuthandabuzeka kuni nize kananjalo niwise isigwebo senu kum, ningandimeli nakundimela.
72. "Kananjalo ukuba niyajibilika (ekukholweni), mna ke akukho ntlawulo ndikhe ndayibiza kuni; umvuzo wam ukuAllâh kuphela, yaye mna ndiyalelwe ukuba ndibe ngomnye wamaMuslim."
73. Bamphikisa bona, kodwa Samsindisa yena nabo babekunye naye enqanaweni, Saza Sabenza ukuba babe zizukulwana ezafika (ezinye) emva kwezinye, lo gama Sabatshonisayo (emanzini) abo babephika iiVesi zeThu. Khangela ke ukuba saba njani na isiphelo sabo babelunyukisiwe.
74. Emva kwakhe Sathumela abaThunywa kubantu bakubo. Beza nemiqondiso ecacileyo kubo, kodwa bona abakholwa koko babesele bekwalile kwangaphambili. Sizitywina ngolo hlobo ke iintliziyo zabagabadeli.
75. Emva kwabo Sathumela uMûsâ noHârûm nemiqondiso yeThu kuFir'awn neenkosi zakhe kodwa basuka bakhukhumala baba ngabenzi bobubi.
76. Ke kaloku yathi isakufika inyaniso kubo ivela kuthi, bathi: "Oku inene ngumlingo ocacileyo."

77. UMûsâ wathi, “Nithetha (loo nto na) ngenyaniso ekubeni ukuba ifikile kuni? (Nithi) ngumlingo lo? Kodwa abenzi bemilingo abasokuze baphumelele.”
78. Bathi bona, “Wena uze kuthi ukuba usijike enkolweni esafumana oobawo belandela yona, khon’ukuze nina nobabini nibe nobukhulu ezweni? Asiyi kunikholelwa ke thina!”
79. Waza uFir‘awn wathi, Ndiziseleni abenzi bemilingo abaziincutshe ekwenzeni ubugqi.”
80. Ekufikeni kwabenzi bemilingo, uMûsâ wathi kubo, “Julani phantsi ke oko nikujulayo”.
81. Besakuba bejulile, uMûsâ wathi, “Oku nize nako nina yimilingo, uAllâh Uza kuyenza ingabi nto yanto. Inene uAllâh Akayenzi mihle imisebenzi yabangcolileyo.
82. Kananjalo uAllâh Uza kumisela, Enze ibonakale inyaniso ngaMazwi aKhe enokuba abenzi bobubi bakuchase kangakanani na oko.”

Icandelo 9

83. Kodwa akuzanga kubekho namnye kubo owakholwayo kuMûsâ ngaphandle kwenzala yabantu bakubo, ngenxa yokoyika uFir‘awn neenkosi zakhe, ukuba hleze abatshutshise, yaye inene uFir‘awn wayesisikhukhumali somcinezeli ehlabathini, Yena waye engumenzi wobubi wokwenene.
84. UMûsâ wathi, “Hini na bantu bakuthi! Ukuba niyakholwa kuAllâh bekani ithemba lenu kuYe ukuba ningamaMuslim.”
85. Bathi bona! “Ithemba lethu silibeka kuAllâh. Nkosi yethu! Senze singatshutshiswa (ngaba) bantu bangabacinezeli.
86. Usisindise ngeNceba yaKho (kwaba) bantu bangakholwayo.”
87. Satyhila kuMûsâ nomntakwabo okokuba, “Bonelelani abantu benu eYiphutha ngeendawo zokuhlala, nizenze iindawo ezo zenu zokuhlala zibe zizindlu zokunqulela kwenu, nenze i*Sâlah*, nivakalise iindaba ezivuyisayo kumakholwa.”

88. Wathi uMûsâ, “O Nkosi yethu! Wena Uphe uFir‘awn neenkosi zakhe ubunewunewu nobutyebi bobomi beli hlabathi, Nkosi yethu! Ngabo obo (butyebi babo) balahlekise abantu eNdleleni yaKho. Nkosi yethu! Butshabalalise ubutyebi babo, Uqaqadekise iintliziyo zabo, khona ukuze bangakholwa de babone isohlwayo esibuhlungu.”
89. UAllâh Wathi: “Inene isicelo senu nobabini samkelekile. Ke nina nobabini hlalani niseNdleleni ethe Tye, ningalandeli indlela yabo bangazi nto.
90. Saza sabathabatha aBantwana bakwaSirayeli Sabaweza ulwandle, UFir‘awn nomkhosi wakhe wabalandela nengcinezelo nobutshaba, de wafunyanwa kukurhaxwa, (waqala) wathi: “Ndiyakholwa okokuba akakho omnye ofanelwe kukunqulwa ngaphandle kwaKhe (uAllâh) loWo aBantwana bakwaSirayeli bakholwa kuYe, yaye mna ndingomnye wamaMuslim.”
91. (Kwathiwa kuye) “Ngoku (kungona ukholwayo) lo gama ubusele walile ukukholwa ngaphambili, ungumenzi wobubi?
92. Ke namhlanje Siya kusikhuphela ngaphandle kolwandle isidumbu sakho khon’ukuze ube ngumqondiso kwabo baza kulandela emva kwakho!” Kananjalo inene baninzi ebantwini abangayihoyiyo imiqondiso yeThu.”

Icandelo 10

93. Ke kaloku Thina Sazinzisa aBantwana bakwaSirayeli kwiindawo ezihloniphekileyo zokuhlala, Sabapha izinto (zokubondla) ezilungileyo. Kwaba semva kokuba ulwazi babesele belunikiwe, ukuze bagaxeleke kwiyantlukwano. Inene uAllâh Uza kugweba phakathi kwabo mayela neyantlukwano eyaba phakathi kwabo ngeMini yoMgwebo.
94. Ke ukuba uyathandabuza wena (Muhammad) malunga noko Sikutyhile kuwe, buza kwabo bafunda iNcwadi (iTorah

neVangeli) ngaphambili kunawe. Inene inyaniso ifikile kuwe ivela eNkosini yakho, musa ukuba ngomnye wabo bayithandabuzayo.

95. Uze kananjalo ungabi ngomnye wabo baphika iiVesi zika-Allâh, kuba uya kuba ngomnye wabalahlekelwa.

96. Inene abo iLizwi leNkosi yakho (uAllâh) ligwetyelwa ngakhona, abayi kukholwa.

97. Enokuba imiqondiso yonke ibinokuza yonke kubo, de babone isohlwayo esibuhlungu.

98. Ingaba sasikhe sakho isixeko esasikhe sakholwa lwaza ukholo lwaso lwasisindisa ngaphandle kwabantu bakuloYûnus, abakholwayo, Saza Sasirhoxisa isohlwayo esingcungcuthekisayo phezu kwabo, esilihlazo kobu bomi beli hlabathi, eSabavumela ukuba babonwabele okwethutyana.

99. Ukanti ukuba iNkosi yakho Yayithandile, abo basemhlabeni ngesele bakholwa bonke, ingaba wena (Muhammad) uza kubanyanzela na abantu, bakholwe ngetshova?

100. Ayikokwamntu ukukholwa ngaphandle kwemvume ka-Allâh, yaye Yena Uza kuthoba ingqumbo yaKhe kwabo bangakhathaliyo.

101. Yithi, “Yabonani! Konke okusemazulwini nasemhlabeni (kokuka-Allâh)”. Kodwa akukho Vesi naMlumkisi ungaba luncedo kwabo bangakholwayo.

102. Ke kaloku ingaba kusekho nto abasayilindileyo iyenye ngaphandle (kwentshabalalo) enjengeemini zabantu abadlulayo ngaphambi kwabo? Yithi ke wena: “ Lindani kaloku nam oku kwam ndilindile kunye nabo balindileyo.”

103. Ke kaloku (ekugqibeleni) Samsindisa uMthunywa weThu kunye nabo bakholwayo! Kuyimfanelo enjalo ke kuThi ukusindisa amakholwa.

Icandelo 11

104. Yithi (Muhammad), “Hini na bantu! Ukuba nineentandabuzo mayela neNkolo yam [i-Islam, (kwazini kakuhle)] ke okokuba mna andisokuze ndizinqule ezo zinto nizinqulayo nina ngaphandle koAllâh, kodwa mna ndiya kunqula uAllah ekunguYe Onenza nife, yaye mna ndiyalelwe ukuba ndibe ngomnye wamakholwa.
105. Ke kaloku wena (Muhammad) bhekisa ubuso bakho ngqo kwinkolo yobuHanîfa, ungaze ube ngomnye wabakhonzi bezithixo.
106. Ungabizi kwenye into ngaphandle koAllâh engayi kukunceda, ingazi kukonzakalisa nokonzakalisa kodwa ukuba ukhe wayenza into enjalo, inene wena uya kuba ngomnye wabalahlekelwa.
107. Xa uAllâh Enokukuchika, ngobuhlungu akukho bani onokubususa (kuwe) ngaphandle kwaKhe, kananjalo ukuba Yena Uthe Wathanda ukukwenzela okulungileyo wena, akukho bani unokususa uBabalo lwaKhe. Ulwenza lufikelele kulowo wezicaka zaKhe Athande (ukuba lufikelele kuye). Yaye Yena nguMxoleli, uSozinceba.
108. Yithi, “Hini na bantu! Ngoku inyaniso ifikile kuni ivela eNkosini yenu. Nabani na ke lowo uzuze isiKhokelo, oko ukwenzela isiqu sakhe, nalowo ulahlekayo, oko ukwenzela ilahleko yesiqu sakhe; ke mna andimanga phezu kwenu njengomlondolozi wenu”.
109. Kananjalo wena (Muhammad) landela isiTyhilelo esityhilwe kuwe, ube nomonde, Ade uAllâh Awise uMgwebo yaye Yena ngoYena Mgwebi Ulungileyo kubagwebi.

ISahluko 11
HÛD (UHEBHER) 11

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Alif-Lâm-Râ. INcwadi, eVesi zayo zifezekisiweyo, zaza zacaciswa ngokwengcombolo zivela kuYe uSobulumko, Onolwazwi.
2. (Othi), "Ninganquli bani ngaphandle koAllâh". Inene mna (ndinguMuhammad) kuni, ndivela kuYe, ndinguMlumkisi nomzisi weendaba ezivuyisayo (kuni).
3. Ke nina celani itarhu eNkosini yenu, nibuyele kuYo ngenguquko, ukuze Ininike ulonwabo olulungileyo, kude kube lixesha elimisiweyo, Inibonelele kananjalo ngobuBele baYo obuphuphumela nakubani na onobubele. Kodwa ukuba niye nakreqa, ndiyanoyikisela kwisohlwayo seMinikazi eNkulu.
4. KukuAllâh apho niza kubuyela khona, yaye Yena Unamandla ngaphezu kweento zonke.
5. Yeha! Bafinga izifuba zabo, besenzela ukuzizimelisa kuYe. Enyanisweni, nokuba bangazigquma ngeengubo zabo, Yena Uyakwazi abakufihlayo noko bakuvezayo. Inene Yena nguMazi wokusezifubeni.

Isiqendu 12

6. Akukho sidalwa sinyakazayo emhlabeni esinomfunzelo waso ongaveli kuAllâh. Kwaye Wazi indawo yaso yokuhlala nalapho siye sibekwe khona (esibelekweni okanye engcwabeni). Konke kubhaliwe eNcwadini ecacileyo.
7. Kananjalo nguYe Owadala amazulu nomhlaba ngeentsuku ezintandathu, yaye iTrone yaKhe yayiphezu kwamanzi, khon'ukuze Anivavanye, (kucace) okokuba nguwuphi na kuni oyena unezenzo ezilungileyo. Kodwa ukuba ungathi kubo, "Niza kuvuswa emva kokufa." Abangakholwayo (kubo)

abasokuze bangathi, “Oku akunto yimbi ngaphandle kokuba ngumlingo ocacileyo.”

8. Ke kaloku ukuba Siyasilibazisa isohlwayo kude kufike ixesha elimisiweyo, ngokuqinisekileyo baza kuthi, “Yintoni esibambileyo?” Inene ngeMini esiya kubafumana, akukho nto iya kusibuyisela umva kubo, yaye baza kugutyungelwa koko babedla ngokukugculela!

Icandelo 2

9. Kananjalo Sithi Sisakunika umntu incasa yeNceba yeThu, Size Siphinde Siyithabathe kuye, asuke aphelelwe lithemba, angabi nambulelo.
10. Sithi kananjalo Sisakumvisa ubumnandi emva kokuba ebekhe wachukunyiswa bububi, akasokuze angathi, “Ububi bumkile kum.” Inene, usuka akhukhumale, aqhayise.
11. Ngaphandle kwabo baye babonakalise ukuba nomonde, benze izenzo ezilungileyo; abo okwabo iya kuba kukuxolelwa kwezono nomvuzo omkhulu.
12. Kungenzeka wena (Muhammad) uncame inxalenye yoko kutyhilwe kuwe, nentliziyo yakho ive ubunzima ngenxa yako oko ngokuba bathi, “Kutheni kaloku engathunyelelwa uvimba wobutyebi nje, okanye kuze ingelosi kuthi ihamba naye?” Kodwa wena (Muhammad) unguMlumkisi kuphela, Yena uAllâh nguMlondolozi wezinto zonke.
13. Okanye bathi (UMuhammad) uyiqambe ngokwakhe (i‘Kur`ân)? Yithi, “Yizani nezahluko ezilishumi eziqanjwe njengayo, nize nibize nokuba ngubani na ngaphandle koAllâh (anincedise), ukuba ninenyaniso!”
14. Ukuba abakuphendulanga ke uya kwazi ngoko ukuba (Le ‘Kur`ân) ithunyelwe (emhlabeni) ngolwazi luka-Allâh nokuba akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe. Niya kuba ngawo amaMuslim ke ngoku?

15. Nabani na lowo unqwenela ubomi beli hlabathi nobunewunewu balo, kwabo (banjalo), Siya kubahlawula umvuzo wezenzo zabo ngokupheleleyo kwalapho, (ehlabathini) yaye abayi kuba nasinciphiso apho kulo.
16. Bona bangabo bangenanto kuBomi oBuzayo ngaphandle koMlilo, balahlekelwe kwabakwenzayo yaye ngamampunge imisebenzi abayenzayo apho (emhlabeni).
17. Ingaba lowo (uliMuslim) oxhomekeke kubungqina obucacileyo (i'Kur`ân) obuvela eNkosini yakhe, (bungqina) obo ingqina (uJibrîl) labucengceleza buvela kuYe (uAllâh), kanti nangaphambili kunabo, kwakufike iNcwadi kaMûsâ, isisiKhokelo nenceba, ayakholwa kuyo (amaMuslim)? Kodwa abo beemvaba ngeemvaba, bangayamkeliyo (i'Kur'ân), uMlilo uya kuba yindawo yabo yokuhlangana yedinga, musa ukuthandabuza ke wena ngayo. Inene yona yinyaniso evela eNkosini yakho, kodwa uninzi lwabantu alukholwa.
18. Ngubani na ogwenxa ukugqitha lowo uqamba ubuxoki ngoAllâh? Abo baza kuziswa phambi kweNkosi yabo, yaye ingqina liza kuthi, "Aba ngabo baxokayo ngeNkosi yabo!" Ngokungathandabuzekiyo! Isiqalekiso sika-Allâh siphezu kwabagabadeli.
19. Abo baba sisithintelo eNdleleni ka-Allâh, bakhangele ubugosogoso kuyo lo gama bangakholwayo kuBomi oBuzayo.
20. Abo ngabo bangasokuze baphuncule (kwisohlwayo sika-Allâh) emhlabeni bengenabo nokuba nabo abakhuseli ngaphandle koAllâh! Isohlwayo sabo siya kuphindwa kabini. Azanga bakwazi ukumamela (banyamezele intshumayelo) yaye babengaboni (nokubona).
21. Bona bangabo balahlekelwa yimiphefumlo yabo, kananjalo (oothixo babo bobuxoki) ababaqambayo, baya kunyamalala babashiye.
22. Ngokungathandabuzekiyo bona bangabona baya kuba ngabalahlekelwa kuBomi oBuzayo.

23. Ke bona abo bakholwayo, benze izenzo zobulungisa, bazithobe phambi kweNkosi yabo, baya kuba ngabahlali basePaladesi, bahlale apho ngonaphakade.
24. Umzekeliso wala maqela mabini unje ngemfama nesithulu nobonayo novayo. Ingaba bayafana na xa bethelekiswa? Ngoku ke anizi kuthabatha ngqalelo nina?

Icandelo 3

25. Kananjalo inene Sathumela uNûh kubantu bakubo (wathi kubo), "Mna ndize kuni njengoMlumkisi ocacileyo.
26. Nina musani ukunqula bani ngaphandle koAllâh; Inene Mna ndiyanoyikisela kwisohlwayo seMini ebuHlungu."
27. Iinkosi zabo bangakholwayo phakathi kwabantu bakubo zathi, "Thina sikubona ngathi ungumntu ngokufana nathi, yaye asiboni bani okulandelayo ngaphandle kwabona kungekho nto yabo phakathi kwethu yaye nabo abo bakulandela ngaphandle kokuqiqa. Kananjalo thina asiboni nto ilungileyo nigqithise ngayo kunathi, enyanisweni thina sicinga ukuba ningamaxoki (qha)."
28. Wathi yena, "Hini na bantu bakuthi! Khanindixeleleni, ukuba ndinobungqina obucacileyo obuvela eNkosini yam, neNceba sele ifikile kum, ivela kuYo kodwa (iNceba) leyo isithelisiwe emehlweni enu. Siza kuninyanzela na ukuba namkele (i-Islam) lo gama niyichase kangaka?
29. Hini na bantu bakuthi! Andinibizi mali ngayo, umvuzo wam awuphumi kubani ongomnye ngaphandle koAllâh. Andiyi kubagxotha abo bakholiweyo. Inene baza kudibana neNkosi yabo, kodwa ndibona ngathi ningabantu abanobudenge.
30. Hini na bantu bakuthi! Ngubani na oya kundincedisa ngokuchasene noAllâh, ukuba ndinokubagxotha, anicingisisi na?

31. Kananjalo andithi kuni, mna ndinoovimba baka-Allâh, yaye futhi mna andinalwazi ngokungabonwayo, ndingakhanga nditsho nokutsho ukuba mna ndiyingelosi, kananjalo andithi abo amehlo enu abajongela phantsi, uAllâh Akazi kubapha nantoni na elungileyo. UAllâh Uyakwazi okungaphakathi kubo. Ukuba bendinokwenza njalo bendiya kuba ngomnye wabagabadeli.
32. Bathi bona, "Hini na Nûh, uphikisene nathi kakhulu, yaye uyenze nde kakhulu impikiswano phakathi kwethu nawe. Ngoko ke khawude uhlise oko usigrogrisa ngako, ukuba uthetha inyaniso."
33. Wathi yena, "NguAllâh kuphela Oza kuza noko kuphezu kwenu ukuba Uthandile, yaye aniyi kuphuncula tu.
34. Yaye necebiso lam aliyi kuninceda nto nokuba ndingada ndininike iingcebiso ezilungileyo, ukuba iNtando ka-Allâh kukuba Anigcine ekulahlekeni,Yena yiNkosi yenu! Yaye kukuYe apho niza kubuyela khona.
35. Okanye bathi, "(UMuhammad) uyiqambe ngokwakhe (i'Kur`ân)." Yithi (Muhammad), "Ukuba ndiyiqambe ngokwam, amatyala am makabe phezu kwam, kodwa ndimsulwa mna kumatyala eniwenzayo."

Icandelo 4

36. Kananjalo kwatyhilwa kuNûh (kwathiwa), "Akukho namnye kubantu bakuni oza kukholwa ngaphandle kwabo sele bekholiwe kakade. Ke uze ungabi buhlungu ngenxa yoko bakwenzayo.
37. Wena ke yakha inqanawa phantsi kwamehlo eThu ngesiTyhilelo seThu, uze ungathethi kuM (ungaNdicengi) ngabo benza ubugwenxa. Bona inene baza kurhaxiswa (ngamanzi)."

38. Ke kaloku esayakha njalo inqanawa leyo, maxa onke iinkosi zabantu bakubo zidlula ngakuye zazimgculela, wathi yena, “Ukuba nigculela thina, nathi ngokukwanjalo siyanigculela ngokugculela kwenu.
39. Kwaye niza kwazi okokuba ngubani na esiza kuhla phezu kwakhe isohlwayo esiza kumgqumelela ngehlazo, lowo uza kuhlelwa sisohlwayo sanaphakade.”
40. (Kwaba njalo ke) de kwaba lilixa lokufika komyalelo weThu, i-*oven* yathulula amanzi, Sathi, “Ngenisa (enqanaweni) uhlobo ngalunye lwezidalwa, ngambini (inkunzi nemazi), nosapho lwakho ngaphandle kwalowo iliZwi sele liphumile ngokuchasene naye (ungenise) nabo bakholwayo. Akukho mntu wakholwayo kuye (uNûh) ngaphandle kwabambalwa.

41.Waza yena (uNûh) wathi, “Khwelani (enqanaweni): eGameni lika-Allâh iya kuba yindlela eya kuhamba ngayo nendawo eya kuphumla kuyo. Inene, iNkosi yam nguMxoleli, uSozinceba.

42. Yahamba nabo ke phakathi kwamaza ayengathi ziintaba, uNûh wakhwaza unyana wakhe ngaphandle, owayezikhethile yena, “Hini na nyana wam! Khwela nathi ungabi kunye nabangakholwayo.”
43. Wathi yena, “Mna ndiya kubalekela kwenye yeentaba; yona iya kundisindisa emanzini.” Wathi uNûh, “Namhlanje akuyi kubakho msindisi kummiselo ka-Allâh ngaphandle kwalowo Aye Waba nenceba kuye.” Ke kaloku amaza afika phakathi kwabo Waza (unyana lowo) waba phakathi kwabarhaxwayo.
44. Kwaza kwathiwa, “Hina na mhlaba! Ginya amanzi wakho. Hini na sibhakabhaka! Bamba (imvula yakho).” Athonyalaliswa ke amanzi wazaliseka ummiselo (ka-Allâh), ke yona (inqanawa) yaphumla kwintaba iJûdi, kwathiwa, “Kude lee ngabantu abangabagabadeli!”
45. Ke kaloku uNûh wacela eNkosini yakhe wathi: “O Nkosi yam! Inene unyana wam ngowosapho lwam! Kananjalo isithembiso

saKho siyinyaniso, yaye Wena UngoYena Mgwebi Ulungileyo kubagwebi."

46. Wathi Yena (uAllâh), "Hina na Nûh! Inene yena akanguye omnye wosapho lwakho; (kuba) inene izenzo zakhe azilunganga, ke musa ukuNdicela into ongenalwazi ngayo! Ndiya kuyala ngokuba hleze ube ngomnye wabasweli kuqonda".
47. UNûh wathi, "O Nkosi yam! Ndicela ukhuseleko ngaWe ekukuceleni oko mna ndingenalwazi ngako, yaye ukuba Akunakundixolela Wena, ube neNceba kum, inene mna ndiya kuba ngomnye wabalahlekelwa.
48. Kwathiwa, "Hini na Nûh! Phuma (enqanaweni) ngoxolo oluvela kuThi, iintsikelelo mazibe phezu kwakho, naphezu kwabantu abakunye nawe, kodwa (kuza kuhamba-kuhambe kubekho) abantu eSiya kubanika oovimba babo (okwethutyana), kodwa ekugqibeleni, isohlwayo esibuhlungu siya kubafumana, sivela kuThi."
49. Oku kokweendaba zokungabonwayo eSizityhila kuwe (Muhammad) Inguwe nabantu bakuni naningazazi ngaphambili kunoku. Yiba nomonde ke wena. Inene, isiphelo esihle sesabaMoyikayo uAllâh.

Icandelo 5

50. Ke kaloku kubantu bakawa-'Ad, (Sathumela) umntakwabo uHûd. Wathi kubo, "Hini na bantu bakuthi! Nqulani uAllâh! Aninathixo wumbi ngaphandle kwaKhe. Inene nina akukho nto niyenzayo ngaphandle kokuqamba ubuxoki!
51. "Hini na bantu bakuthi andiceli ntlawulo kuni ngawo (lo myalezo). Umvuzo wam ukuloWo Wandidalayo, aniyi kuqonda na?"
52. "Hini na bantu bakuthi! Celani itarhu eNkosini yenu nize niguqukele kuYo, Yona Iya kunithumelela imvula eninzi,

Inongezelele amandla phezu kwamandla enu, ke kaloku musani ukujibilika nibe ngabenzi bobubi."

53. Bathi bona, "Hina na Hûd! Akukho bungqina usizele nabo yaye asiyi kubashiya oothixo bethu ngenxa yoko ukuthethayo kananjalo asingabo abakholwayo kuwe thina."

54. "Esikuthethayo thina kukuba abanye oothixo bethu bakuhlasele wena ngokungcolileyo (ngempambano)." Wathi yena, "Ndicela uAllâh ukuba Abe liNgqina, nani ngokwenu ngqinani okokuba mna ndimsulwa koko nikwayamanisa njengamahlulelane (ka-Allâh) elunqulweni lwenu.

55. Ngaphandle kwaKhe (uAllâh). Qulunqani ke ngokuchasene nam, nonke, ningandimeli nokundimela.

56. "Mna ndibeka ithemba lam kuAllâh, iNkosi yam, EkwayiNkosi yenu! Akukho sidalwa sinyakazayo Angekhe Angasibambi ngesihlwitha esiphezu kwebunzi laso. Inene iNkosi yam iseNdleleni ethe Tye.

57. Ukuba niyatshikila nimke, ke mna ndiwuvakalisile uMyalezo ebendithunywe wona kuni. INkosi yam Iza kwenza abanye abantu abaza kuphila emva kwenu, kwaye anisokuze nenze bubi kuYo nakancinane, inene iNkosi yam nguMlondolozi wezinto zonke."

58. Wakufika uMyalelo weThu Samsindisa uHûd ndawonye nabo babekholwa kunye naye ngeNceba evela kuThi, Sabasindisa kwisohlwayo esibuhlungu.

59. Abo ke yayingama-'Ad, bazala iiVesi zeNkosi yabo, ababathobela abaThunywa baYo, balandela imiyalelo yabo bonke abanekratshi, abaqaqadekileyo.

60. Ke kaloku bona balandeliswa ngesiqalekiso kulo mhlaba nangeMini yoVuko. Ngokungathandabuzekiyo! Inene, ama-'Ad, ala ukukholwa eNkosini yawo, ngoko ke kude lee ngama-'Ad nangabantu bakuloHûd.

Icandelo 6

61. Kanti nakubantu bakwaThamûd Sathumela umzalwana wabo, uSâlih[1]. Wathi kubo, “Hini na bantu bakuthi! Nqulani uAllâh, aninathixo wumbi ngaphandle kwaKhe. Yena Wanikhupha emhlabeni Wanizinzisa kwakuwo, ke ngoko celani itarhu kuYe nibuyele kuYe ngenguquko. Inene iNkosi yam Ikufutshane, yaye Iyaphendula.”
62. Bathi bona, “Hini na Sâlih! Ubuhleli (uphila) phakathi kwethu njengomntu ekunokuthenjelwa ngaye kwada kwayile nto (uyithethayo)! (Ngoku) wena uyasivala ekunquleni oko kwakunqulwa ngoobawo bethu? Ke thina sinentandabuzo kakhulu ngoko usimemela kuko (i-Islam).”
63. Wathiyena,“Hini na bantu bakuthi! Ndixelelenike, ukuba mna ndinobungqina obucacileyo obuvela eNkosini yam, kananjalo neNceba ifikile kum ivela kuYo, ngubani ongandinceda ngokuchasene noAllâh, xa ndinokungaMthobeli? (Enyanisweni) nina akukho nto nindongezelela yona ngaphandle kwelahleko.
64. Hini na bantu bakuthi! Le mazi yenkamela ka-Allâh ingumqondiso kuni, yiyekeni ke izidlele (ingca) emhlabeni ka-Allâh ningayichukumisi ngobubi, kuba hleze isohlwayo esele sikufuphi sinihlasele.”
65. Kodwa bayinqumla imisipha, yafa. Wathi ke yena, “Yonwabani emizini yenu iintsuku ezintathu. Esi sisithembiso esingayi kuphikwa.”
66. Wathi wakufika uMyalelo weThu, Samsindisa uSâlih ndawonye nabo babekholwa kunye naye ngeNceba evela kuThi, (Sabasindisa) nakwihlazo laloo Mini. Inene iNkosi yakho Inamandla, nguSobunganga.
67. Wababamba ke uAllah abenzi bobubi, balala waca (bafa) emizini yabo.

1 USâlih (11:61) nguMethusela.

68. Babangathi azanga baba ngabemi balapho. Ngokungathandabuzekiyo! Inene amaThamûd ala ukukholwa eNkosini yawo. Kude lee ke ngoko ngamaThamûd!

Icandelo 7

69. Ke kaloku kwafika iziThunywa zeThu kuIbrâhîm neendaba ezivuyisayo. Zathi, "*Salâm*" (uxolo)." Waphendula yena: "*Salâm*." Wakhawuleza ukuya kuzonwabisa ngokuzojela ithole.
70. Kodwa wathi akubona zingazoluleli izandla zazo (ngasesidlweni) akazithemba, wasuka wazoyika. Zathi zona, "Musa ukoyika, thina sithunyelwe kubantu bakwaLût.
71. Umfazi wakhe wayemi apho, ehleka[2]. Kodwa Samnika iindaba ezivuyisayo ezingoIs-hâ'k nezika Ya'kûb emva kwakhe.
72. (Wothuka) wathi: "Yeha kum! Ndiza kuba nomntwana ekubeni ndingumfazi owalupheleyo nendoda yam iyile yalupheleyo oku kwayo? Inene! Ngummangaliso lo."
73. Zathi zona, "Umangazwa ngummiselo ka-Allâh kusini na? INceba ka-Allâh neentsikelelo zaKhe mazibe phezu kwakho, hini na lusapho lukaIbrâhîm, inene Yena (uAllâh) ngowokudunyiswa, nokuzukiswa."
74. Lwathi lusakudamba uvalo (entliziyweni) kaIbrâhîm neendaba ezivuyisayo zifikile kuye, waqalisa ukuSicenga ngabantu bakwaLût.
75. Inen ngokungathandabuzekiy uIbrâhîm, wayenokunyamezela, ebiza rhoqo kuAllâh ngokuzithobileyo, kananjalo wayenenguquko yena.

2 Ukuhleka (11:71) kukaSarah, umkaIbrâhîm kusenokuba kwakubangelwa kukuba: izithunywa azizanga ziyitye inyama yethole eyayojelwe zona, kungenjalo waya bangwa kukuvuya, evuyiswa kukuba abantu bakwaLût, eSodom naseGomora babeza kutshatyalaliswa.

76. “Hini na Ibrâhîm! Kuyeke oku[3], inene, uMyalelo weNkosi yakho sele uphumile, inene baza kufikelwa sisohlwayo esingekhe sibuyiselwe umva.
77. Zathi zisakufika iziThunywa zeThu kuLût waba buhlungu ngenxa yabo (abantu bakubo[4]), waziva onakele emphefumlweni wakhe. Wathi, “Le yimini ebuhlungu.”
78. Ke kaloku abantu bakubo beza begxalathelana kuye, njengoko kwangaphambili babedla ngokwenza izenzo zokungcola, wathi yena: “Hini na bantu bakuthi! Nazi iintombi zam zona zihlambulukile kuni (ukuba niyazitshata). Ke ngoko yoyikani uAllâh ningandihlazi ngokuphathelene neendwendwe zam! Ingaba akusekho namnye na apha kuni onengqondo?”
79. Bathi bona, “Ngokuqinisekileyo wazi kakuhle wena okokuba thina asinamdla, singenawo nomnqweno weentombi zakho, eneneni wena ukwazi kakuhle esikufunayo thina.”
80. Wathi yena, “Akwaba bendinamandla okunoyisa okanye ndibalekele kumxhasi onamandla.”
81. Zathi (iziThunywa) zona, “Hini na (Lût)! Inene, thina siziziThunywa ezivela eNkosini yakho! Abayi kufikelela kuwe! Ke kaloku wena hamba nosapho lwakho kwisahlulo sobusuku, kungabikho namnye kuni unyeka ngasemva; ngaphandle komfazi wakho, inene, isohlwayo esiza kuthwaxa bona siza kuthwaxa yena, inene, ekuseni iya kuba lixesha labo elimisiweyo. Ayikho kufuphi na intseni?”
82. Ke kaloku wakufika uMyalelo weThu, Sayibhedulula (iSodom ne Gomora), Sanisa imvula yamatye odongwe olutshisiweyo, ngendlela ecwangciswe kakuhle, (ilitye) ngalinye (lisiwa) emva kwelinye.

3 Oku (11:76) kwakusithiwa makakuyeke yayikukucengela abantu baseSodom naseGomora ukuba bangohlwaywa nguAllâh ‘Azza wajalla.

4 Into eyayimenza buhlungu ngaba bantu (11:77) yayikuba wayenexhala lokuba hleze babambe ezi zithunywa bafune ukwenza ubosodom kuzo.

83. Bona baphawulwe ngophawu oluvela eNkosini yakho yaye bona baya kuhlala bengekho kude kubenzi bobubi.

Icandelo 8

84. Ke kaloku kubantu bakwa Midiyane Sathumela umzalwana wabo uShu'aybh. Wathi kubo, "Hini na bantu bakuthi! Nqulani uAllâh, aninathixo wumbi ngaphandle kwaKhe kananjalo musani ukunika (abantu) umlinganiselo onganeno kunoyimfanelo, Ndinibona nisendyebeni yaye ndiyanoyikisela kwiMini egubungelayo.
85. "Hini na bantu bakuthi! Nikani umlinganiselo onguwo, nimete ngobulungisa ningazinciphisi izinto ekufuneka nizinike abantu, ningenzi ubutshinga emhlabeni, nidale ububi."
86. Oko nikushiyelwe nguAllâh (emva kokuba ninike abantu amalungelo abo) kulungile kuni, ukuba niyakholwa. Ke mna andingomlondolozi wenu."
87. Bathi bona, "Hini na Shu'aybh! Ingaba i*Salâh* yakho ikuyalela ukuba silahle oko kwakunqulwa ngoobawo bethu, nokuba siyeke ukwenza esikuthandayo ngezinto zethu? Inene wena ungumnyamezeli, uyingqondi (batsho bephoxisa)!"
88. Wathi yena, "Hini na bantu bakuthi! Ndixeleleni, ukuba ngaba ndinobungqina obucacileyo obuvela eNkosini yam, yaye Indinike isixhaso esilungileyo esivela kuYo; andifuni kwahluka kuni mayela noko ndiniyalela ukuba ningakwenzi nina. Endikufunayo mna yinguqu kangangoko ndinako. Impumelelo yam ayikho kubani ongomnye ngaphandle koAllah. NguYe endithembele ngaYe ikwanguYe endiza kubuyela kuYe.
89. Hini na bantu bakuthi! Ningenzi ukuzahlula kwam kuni kube ngunobangela wokuba nifumane okwafunyanwa ngabantu bakwaNûh okanye abakwaHûd okanye abakwaSâlih, yaye nabantu bakwaLût abakudanga (ngezenzo) kuni!

90. Ke kaloku celani itarhu kwiNkosi yenu, nibuyele kuYo ngenguquko. Inene iNkosi yam IneNceba, InoThando."
91. Bathi bona, "Hini na Shu'aybh! Asikuva kakuhle konke oko ukuthethayo, ukanti sikubona ngathi wena ubuthathaka phakathi kwethu, (kangangokuba) ukuba bekungekho ngenxa yosapho lwakho ngesele sikuxulube ngamatye, yaye awunamandla ngokuchasene nathi."
92. Wathi yena, "Hini na bantu bakuthi! Ingaba usapho lwam kuni lubaluleke ngaphezulu kunoAllâh kusini na? Izibe sele naMjula ngemva (kwelokulibala). Inene iNkosi yam Ikugubungele konke oko nikwenzayo.
93. Kananjalo hini na bantu bakuthi! Yenzani (izinto) ngokohlobo namandla enu, nam ngokwam ndenza (njalo) niza kwazi okokuba kuphezu kukabani na apho kuza kuhla isohlwayo esiza kumgquma ngehlazo, (kuza kucaca) kananjalo okokuba ngubani na olixoki! Niqwalasele ke nam ndiqwalasele kunye nani."
94. Ke kaloku wakufika uMyalelo wethu, Samsindisa uShu'aybh ndawonye nabo babekholwa kunye naye, ngeNceba evela kuThi. Saza isohlwayo esibuhlungu sababamba abenzi bobubi, balala waca (bafa) bedunduluzile emizini yabo.
95. Babangathi azanga babe ngabemi balapho! Kude lee ke ngoko ngabantu bakwaMidiyane njengabakwaThamûd.

Icandelo 9

96. Kananjalo inene, Sathuma uMûsâ nemiqondiso yeThu namagunya acacileyo
97. KuFir'awn namaphakathi akhe, kodwa wona alandela umyalelo kaFir'awn, wabe umyalelo kaFir'awn ungesosikhokelo silungileyo.

98. Yena (uFir'awn) uya kuhamba ngaphambili kubantu bakowabo ngoMhla wovuko, abakhokelele eMlilweni, hayi ukubambi kwendawo abaza kukhokelelwa kuyo!
99. Bona balandeliswa ngesiqalekiso kobu (bomi) kanti nangeMini yoVuko. Hayi ukuba sibi kwesipho (abaya) kusiphiwa.
100. Ezo zezinye zeendaba (zabemi) bezixeko eSikubalisela ngazo (Muhammad), ezinye zazo zisemi nangoku, ezinye sele zawa (kudala).
101. Asizanga Sibenze bubi Thina koko ngabo ngokwabo abazenza ububi. Oothixo babo abangaphandle koAllâh ababebiza kubo, abazanga babancede nto ukufika koMyalelo weNkosi yakho, kungekho nto babongezelela ngayo ngaphandle kwentshabalalo.
102. Olo ke luhlaselo lweNkosi yakho, Yona ihlasela izixeko ezenza ubugwenxa. Inene uhlaselo lwaYo lubuhlungu kanobom.
103. Inene kuko oko kukho isifundo kwabo basoyikayo isohlwayo soBomi oBuzayo, leyo iya kuba yiMini apho abantu baya kuqokelelwa ndawonye, yaye leyo yiMini ekuza kubakho ubungqina (bazo zonke izinto).
104. Ke kaloku aSiyibambezelelanga nto ngaphandle kwexesha (layo) elimisiweyo.
105. NgeMini eya kufika ngayo akukho mntu uya kuthetha ngaphandle kwemvume yaKhe (uAllâh). Abanye kubo ngaloo Mini baya kuba lusizana abanye basikeleleke.
106. Abo balusizana baya kuba seMlilweni batsho ngesingqala ngelizwi eliphezulu nelisezantsi.
107. Baya kuhlala apho ixesha lonke amazulu nomhlaba, esekhona, ngaphandle kokuba iNkosi yakho Ithandile. Inene, iNkosi yakho nguMenzi wentando yaYo.
108. Ke bona abo basikelelekileyo baya kuba sePaladesi bahlale apho ixesha lonke amazulu nomhlaba esekhona, ngaphandle kokuba iNkosi yakho Ithandile, (eso iya kuba) sisipho esingenasiphelo.

109. Wena ke (Muhammad) ungabi nantandabuzo ngezinto ezinqulwa ngaba bantu. Akukho nto bayikhonzayo ngaphandle koko kwakukhonzwa ngooyise mandulo. Yaye inene, siza kubahlawula ngokupheleleyo umvuzo wabo ngaphandle kwesinciphiso.

Icandelo 10

110. Inene Sanika uMûsâ iNcwadi kodwa kwavela iyantlukwano apho kuyo, ukuba kwakungekho ngenxa yelizwi elalisele liphumile livela eNkosini yakho, umcimbi ngowusele wagwetywa phakathi kwabo, kananjalo inene bona baneentandabuzo kanobom ngayo (le 'Kurân).
111. Kananjalo umntu ngamye kubo iNkosi yakho Iza kumhlawula imisebenzi yakhe ngokuzeleyo. Inene Yona Ikwazi konke oko bakwenzayo.
112. Ke wena yima nkqo uqine njengoko uyalelwe ndawonye nabo (bangabafundi bakho) baguqukayo (babuyele kuAllâh), bangagabadeliyo batsibe imida, (ka-Allâh). Inene Yena Uyakubona oko nikwenzayo.
113. Nina ke ningatyekeli ngakwabo benza ubugwenxa, hleze uMlilo unirhece, yaye aninabakhuseli ngaphandle koAllâh, ningayi kuncedwa nakuncedwa.
114. Kananjalo wena yenza i*Salâh* ngazo zozibini iziphelo zemini nangeeyure ezithile zobusuku. Inene izenzo ezilungileyo ziyazisusa izenzo ezingcolileyo. Leyo ke yinkumbuzo kwabo bakhumbulayo.
115. Uze ube nomonde, inene, uAllâh akawulahli umvuzo wabenzi bokulungileyo.
116. Kwakutheni kwizizukulwana zangaphambili kunani kungabikho bantu banobulumko, balele abanye ukuba bangenzi kungcola emhlabeni, ngaphandle kwabambalwa kubo esabasindisayo (ebubini) kodwa abenzi bokungcola bona

bâleqeka emva kolonwabo lwezinto eziyolisayo zalo mhlaba baza baba zizingcoli.

117. Ke kaloku iNkosi yakho yayingekhe Isuke Itshabalalise izixeko ngobugwenxa, abantu bazo bengamalungisa.

118. Ukanti ukuba iNkosi yakho Yayithandile ngeYayisuke Yabenza abantu baba sisizwe esinye. Kodwa babengazukuyeka ukuphikisana.

119. Ngaphandle kwalowo iNkosi yakho Imenzele iNceba yayo, kananjalo Yabadalela loo nto ke. Kananjalo iLizwi leNkosi yakho sele lizalisekisiwe, elithi, “Inene Mna Ndiya kuzalisa isiHogo ngee*jinni* nabantu ndaweninye”

120. Ke kaloku konke oko Sikubalisela kona wena (Muhammad) kweendaba ezilungileyo zabaThunywa kungenxa yokuba Senzela ukuba intliziyo yakho yomelezeke, iqine ngazo. Kananjalo ngaso esi (siTyhilelo) kufike inyaniso kuwe, ndawonye nesilumkiso nenkumbuzo kwabakholwayo.

121. Yithi ke kwabo bangakholwayo, “Yenzani ngokwamandla enu, nathi ngokwethu siya kwenza (ngeyethu indlela).

122. Kananjalo lindani! Nathi oku kwethu silindile.”

123. Yaye kokuka-Allâh okungabonwayo emazulwini nasemhlabeni, kananjalo kukuYe apho yonke imicimbi ibuyela khona. Khonza Yena ke wena, ubeke ithemba lakho kuYe. iNkosi yakho Ayingaba Ayikwazi oko nikwenzayo.

ISahluko 12
YÛSUF (UYOSEFU) 12

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba,

Icandelo 1

1. Alif-Lâm-Râ Ezi zivesi zeNcwadi ecacileyo (i'Kur'ân).
2. Inene Siyithumele iyi'Kur'ân yesiArabhu khon'ukuze niqiqe.
3. Thina (Muhammad) Sikubalisela awona mabali mahle ngesiTyhilelo seThu (esisityhile) kuwe, esiyile 'Kur'ân. Ukanti ngaphambili kunoku wawungomnye wababengazi nto ngayo.
4. Ke kaloku uYûsuf wathi esakuthi kutata wakhe, "Hini na tata! Inene mna ndibone iinkwenkwezi ezilishumi elinanye nelanga nenyanga ziqubuda kum."
5. (Uyise) wathi, "Hini na nyana wam, uze ungawubalisi umbono wakho kubantakwenu, hleze benze iyelenqe ngawe. Inene uShaytân, lutshaba oluselubala loluntu!
6. Ke kaloku (nyana wam) iNkosi yakho Iza kukukhetha Ikufundise ukutolika amaphupha, Igqibelelise uBabalo lwaYo kuwe nakwinzala kaYa'kûb, njengoko Yalugqibelelisayo kooyihlo-mkhulu, uIbrâhîm, noIs-hâ'k mandulo! Inene iNkosi yakho, nguSolwazi, uSobulumko."

Icandelo 2

7. Inene kuYûsuf nabantabakwabo, kwakukho imiqondiso kubakhangeli benyaniso.
8. Ke kaloku xa bathi bona, "Inene uYûsuf nomntakwabo (uBhenjamin) ngabona bathandwayo ngutata wethu kunathi, lo gama thina siliqela elinamandla. Inene utata wethu uphantsi kokulahleka okucacileyo.

9. Mbulaleni uYûsuf okanye niye kumlahla kwelinye ilizwe, khon'ukuze uthando lukatata wenu lube kuni nedwa, emva koko niya kuba ngabantu abangamalungisa[1]."
10. Omnye kubo wathi, "Musani ukumbulala uYûsuf, kodwa ukuba kunyanzelekile ukuba nimenze into, mphoseni ezantsi equleni; uya kucholwa ziinqwelo zorhwebo zabahambi."
11. Bathi (kuyise), "Hini na tata! Kutheni na ungasithembanga nje ngoYûsuf ekubeni ngenyani thina singabamnqwenelela okuhle?"
12. "Mthumele kunye nathi ngomso aye kudlala, onwabe, inene thina siya kumlondoloza."
13. Yena (uYa'kûb) wathi, "Inene ayindonwabisi into yokuba nimthathe nihambe naye kwaye ndinoloyiko lokuba hleze atyiwe yingcuka lo gama niya kuba ningamhoyanga nina."
14. Bathi bona, "Ukuba angatyiwa yingcuka sisakuba siliqela elinamandla kangaka (okumkhusela), hayi, siya kuba singabalahlekelwa.
15. Ke kaloku besakuba behambile naye bavumelana bebonke ukuba bamphose ezantsi equleni, Samtyhilela yena, (Sathi), "Inene, wena uya kuze ubaxelele (ngenye imini) ngale nto yabo, babe bona bengasakwazi."
16. Bafika beza kuyise wabo ebusuku sele belila (bezenzisa).
17. Bathi, "O tata wethu! Besikhuphisana ngokubaleka, samshiya uYûsuf neempahla zethu, (yafika) ingcuka yamtya; kodwa wena awunakusithemba nokuba sele sithetha inyaniso."
18. Bazisa ihempe yakhe idyojwe ngegazi lobuxoki. Wathi yena "Nakanye, nina nenze ibali njee. Ke kum umonde ngowona ulungileyo, kananjalo loluka-Allâh uncedo olunokufunwa ngokuchasene noko nikuchazayo.

1 Bacebisana ngolu hlobo (12:9) kuba babesithi ukuba bambulele uYûsuf, baza kusuka bathandaze baguquke kuAllâh bacele uxolo, baze babe ngabantu abangamalungisa

19. Ke kaloku kwajikela inqwelo yabahambi, bathumela umkhi wamanzi wabo, yena wathoba i-emela yakhe (equleni). Wathi, “Ezinjani ukuba mnandi zona iindaba! Apha kukho inkwenkwana, bamfihla ke bamenza iimpahla zabo zorhwebo (ikhoboka). UAllâh waba nguMazi woko babekwenza.
20. Bamthengisa ngexabiso elincinane eliziiDirham[2] ezimbalwa, kuba babemthatha ukuba uyinto engabalulekanga (ngenxa yokuba wayesemncinane).

Icandelo 3

21. Ke yona (indoda) yaseYiputa eyamthengayo, yathi emfazini wayo, “Yenza intlalo yakhe apha ibe yeyolonwabo, mhlawumbi angaba luncedo kuthi. Okanye singamamkela njengonyana wethu.” Sammisela ngolo hlobo ke uYûsuf ezweni, khon’ukuze Simfundise ukutolika iziganeko. Yaye uAllâh Unolawulo oluphelele yo phezu kwezinto zaKhe, kodwa uninzi lwabantu alwazi nto.
22. Uthe (uYûsuf) esakuba efikelele kwixabiso lokuba yindoda, Sampha ubulumko nolwazi. Sibavuza kanjalo ke abenzi bobulungisa.
23. Ke kaloku (umfazi) lowo wayehlala emzini wakhe, wafuna ukumhenda, wavala iingcango, akugqiba wathi, “Khawuze wethu.” Wathi yena, “Ndicela ukhuseleko ngoAllâh! Inene indoda yakho yinkosi yam! Yenze ukuhlala kwam apha kwalulonwabo olukhulu (ke andingekhe ndiyiphoxe) kuba inene abenzi bobubi abasokuze baphumelele.”
24. Ke kaloku (umfazi lowo) wayemnqwenela (uYûsuf) ngokwenene kanti naye (uYûsuf) ngewayetyekele ngakuloo mnqweno wakhe ukuba wayengazanga abone umqondiso ovela

2 IDirham (12:20) yimali eyayisetyenziswa kudala zizizwe zasempuma ngamanye amazwi bamthengisa ngeengqekembe ezimbalwa zesilivere: Idirham isasetyenziswa kwezinye izizwe zasempuma nanamhlanje.

eNkosini yakhe. Oko kwaba njalo khon'ukuze Sibe nokususa ukungcola nokukrexeza kuye. Inene yena wayengomnye weziCaka zeThu ezinyanisekileyo.

25. Bakhuphisana (ngesantya) ke ukuya emnyango, waza umfazi wakrazula ihempe kaYûsuf ngasemhlana. Bobabini bayifumana inkosi yomfazi (umyeni) emi emnyango: umfazi wathi, "Yintoni imbuyekezo yomntu owenza iinzame zokungcola emfazini wakho, ngaphandle kokuba afakwe entolongweni okanye athuthunjiswe kabuhlungu?"
26. Wathi yena (uYûsuf), "Nguye obendihenda;" nengqina lasemzini wakhe lanika ubungqina (lathi), "Ukuba ihempe yakhe ikrazuke ngaphambili, (oko kothetha ukuba) ibali lakhe liyinyani, yena (uYûsuf) uya kuba uyaxoka!
27. Kodwa ukuba ihempe yakhe ikrazuke ngasemva, (umfazi lo) uya kuba uthethe ubuxoki ke yena (uYûsuf) abe uthethe inyani."
28. (Ithe ke indoda leyo yakhe) isakuyibona ihempe kaYûsuf ikrazuke ngasemva, yathi, "Inene eli, liyelenqe lenu bafazi! Inene linamandla iyelenqe lenu!
29. Hini na wena Yûsuf shenxa kule nto! (Wena mfazi ndini) cela itarhu ngesono sakho. Inene wena ungomnye wabangaboni."

Icandelo 4

30. Ke kaloku abafazi besisixeko bathi, "Umfazi ka-Al-'Aziz[3] ebefuna ukuhenda indodana (esisicaka) sakhe, inene usithanda ngokuyingozi, inene thina simbona ephantsi kwempazamo ecacileyo."
31. Umfazi lowo wathi akuziva izityholo ezo zabo, wathumela (ukuba abafazi abo besixeko) baye kubizwa wabalungiselela isidlo; wanika ngamnye kubo isitshetshe (sokunqunqa izinto zokuphekwa), waza wathi kuYûsuf, "Khawuvele phambi

3 U-Al'Aziz (12:30) ngumntu ohloniphekileyo, omkhulu, onesidima.

kwabo, (bakubone).” Ke kaloku bakumbona, babubabaza (ubuhle bakhe), ngenxa yomothuko bazisika ezandleni zabo. Bathi, “Hayi imfezeko ka-Allâh! Ayingomntu lo! Le asinto yimbi ngaphandle kokuba yingelosi ehloniphekileyo!”

32. Wathi yena, “Nguye lo ke, lo benindigxeka ngaye, nam ndiye ndafuna ukumhenda, kodwa wala. Ke ngoku ukuba ukhe wala ukuthobela umyalelo wam, inene yena uya kuphoswa entolongweni, abe ngomnye wabo bahlazekileyo.”
33. Wathi yena (uYûsuf), “O Nkosi yam! Intolongo yiyona ithandekayo kum kunaloo nto bandimemelakuyo. Ngaphandle kokuba Ususe iyelenqe labo kum, ndiya kuziva ndityekela ngakubo, ndize (ndibe ngomnye wabo benza isono bafanelwe kukugxekwa, ndibe ngomnye wabaziziyatha.”
34. Ke kaloku iNkosi yakhe Yawuphendula umthandazo wakhe Yalisusa iyelenqe labo kuye. Inene Yona nguSokuva, uSobulumko.
35. Ke kaloku kwaye kwabonakala kuwo (amadoda alapho), emva kokuba ebubonile ubungqina (bokuba msulwa kwakhe) bamfaka entolongweni ixesha elithile.

Icandelo 5

36. Entolongweni apho kwangena amadodana amabini kunye naye, enye kuwo yathi, “Inene mna ndizibone (ephupheni) ndixova iwayini.” Enye yathi, “Inene mna ephupheni ndizibone ndithwele izonka ngengobozi, iintaka zisidla kuzo apho. Khawusichazele intsingiselo yoku. Inene sikubona wena ungomnye wabenzi bokulungileyo.”
37. Wathi yena akukho kudla kuya kuza kuni, okuya kuba sisixhaso senu, koko mna ndiya kunixelela intsingiselo kungekafiki kona. Naku ke oko iNkosi yam Indifundise kona,

inene mna ndishiye inkolo yabantu abangakholwayo kuAllâh bengakholwa nakuBomi oBuzayo[4].

38. Ndaza ndalandela inkolo yookhokho bam uIbrâhîm, uIs-hâ`k noYak'ûb, yaye asizanga siyamanise mahlulelane kuAllâh. Oku kuphuma kuBabalo luka-Allâh kuza kuthi naseluntwini, kodwa uninzi lwabantu alunambulelo.
39. "Hini nina boogxa bam ababini basentolongweni! Ingaba oothixo abaninzi abahluka-hlukeneyo ngabona balungileyo na okanye nguAllâh, Omnye, Ongoyiswayo?
40. Nina akukho nto niyinqulayo ekubeni ingengoAllâh koko ninqula nje kuphela amagama enawaqambayo nina nooyihlo benu (magama) lawo uAllâh Angathumelanga gunya ngawo. Ulawulo ayilolukabani ngaphandle koAllâh. Yena Uyalele ukuba ninganquli bani ngaphandle kwaKhe, yaye oko yinkolo elungileyo nethe tye, kodwa uninzi lwabantu alwazi.
41. Hini na maqabane amabini asentolongweni! Omnye kuni uya kuthululela inkosi yakhe iwayini ukuba isele ke yena omnye, uya kubethelelwa emnqamlezweni zize iintaka zidle phezu kwentloko yakhe. Ugwetywa kanjalo ke umcimbi njengoko nobabini benicele inkcazelo."
42. Wathi komnye lo ebemxelele ukuba uza kusinda, "Undikhumbule enkosini yakho." Kodwa uShaytân wamenza walibala ukumkhankanya enkosini yakhe. Wahlala ke uYûsuf entolongweni apho iminyaka embalwa.

Icandelo 6

43. Ke kaloku ikumkani (yaseYiputa) yathi, "Inene mna ndibone (ephupheni) iimazi zeenkomo ezisixhenxe, ezityebileyo, eziye zadliwa zezinye ezisixhenxe, ezinqiniliyo, nezikhwebu zombona

4 Abantu ababengakholwa kuAllâh nakuBomi Obuzayo (12:37) yayingamaKan'ayyun aseYiphutha ayenqula izithixo, enqula ilanga nezinye izithixo.

ezisixhenxe, eziluhlaza nezinye ezisixhenxe, ezomileyo. Hini na ke nina bahloniphekileyo! Khanitolikeni iphupha lam ukuba niyakwazi ukutolika amaphupha.

44. "Bathi bona, "Yingxubevange nje yamaphupha obuxoki kananjalo thina asinabuchule bokutolika amaphupha."

45. Ke kaloku laa ndoda yayikhululwe (entolongweni) ekugqibeleni yada yakhumbula yathi, "Mna ndiya kukuxelela intsingiselo (yephupha lakho), ke ndithume ndiye."

46. (Waya kuYûsuf wathi), "Hini na Yûsuf ndoda yenyaniso! Khawusichazele (intsingiselo yephupha) leemazi zenkomo ezisixhenxe, ezityebileyo eziye zadliwa zezinye ezisixhenxe, ezinqinileyo, nezikhwebu zombona ezisixhenxe eziluhlaza, nezinye ezisixhenxe ezomileyo, kho'ukuze ndibuyele ebantwini babe nokwazi."

47. (UYûsuf) wathi, "Iminyaka esixhenxe ngokulandelelana kwayo niya kulima ngokwesiqhelo, kanti (nesivuno) eniya kusivuna niya kusigcina siziziswenye ngaphandle kwentwana encinane eniza kudla yona."

48. Kuze kulandele emva koko iminyaka esixhenxe yendlala eya kudla oko nikugcinele yona, kushiyeke intwana encinane yoko nanizigcinele kona.

49. Emva koko kuza kufika unyaka apho abantu baza kufumana imvula eninzi abaza kuthi ngayo baxove (iwayini ne-oli).

Icandelo 7

50. Ikumkani yathi, "Mziseni kum." Kodwa sathi isithunywa sisakufika kuye uYûsuf wathi, "Phindela enkosini yakho uyibuze okokuba, kwenzeka kanjani na ngabafazi abazisika izandla zabo? Inene iNkosi yam (uAllâh) Ilazi kakuhle iyelenqe labo."

51. (Ke kaloku ikumkani) yathi (kubafazi), "Nanibangwa yintoni na ukuba nifune ukuhenda uYûsuf?" Abafazi bathi,

"Thixo lo! Akukho kungcola sibaziyo thina ngokuchasene naye!" Umfazi ka-Al-'Azîz wathi, "Ngoku inyaniso ivelile, yayindim owayefuna ukumhenda, ke yena ngokwenene ungowabanyanisekileyo!"

52. UYûsuf wathi, "Bendibuza (la mbuzo) ukwenzela ukuba uAl- 'Aziz azi okokuba andizanga ndimngcatshe e s a k u b a engekho." Kananjalo inene! UAllâh Akabakhokeli abangcatshi abenza amayelenqe.

Isiqendu 13

53. Kanti nam (andizami) kuzikhulula (ekugxekweni). Inene, umntu utyekela ngasebubini ngaphandle kwabo iNkosi yam Ibenzela iNceba yaYo. Inene iNkosi yam nguMxoleli, uSozinceba."

54. Ikumkani yathi, "Yizani naye kum khon'ukuze ndimsondeze kum." Ekuthetheni kwakhe naye wathi, "Inene namhlanje, wena ukunye nathi, ibakala lakho liphakanyisiwe, uthembakele ngokupheleleyo."

55. "(UYûsuf) wathi, "Ndibeke ukuba ndilawule izindlu ezingoovimba belizwe; mna ndiya kubalondoloza inene ngolwazi."

56. Samnika ngolo hlobo ulawulo ke uYûsuf ezweni, (Samenza) ukuba athabathe ubunini[5] apho kulo, nanini na, naphi na apho athande khona. Thina Simenzela iNceba yeThu nabani na lowo Sithande ukumenzela, Yaye aSiwenzi ulahleke umvuzo wabenzi bokulungileyo.

57. Inene umvuzo woBomi oBuzayo nguwona ungcono kwabo bakholwayo boyika (uAllâh bathi gqolo ukwenza amaxanduva abo kuYe)[6].

5 Ukuthabatha ubunini (12:56) kuthetha ukuba abe ngumninilo ilizwe elo wayekulo.

6 Ukugcina amaxanduva ethu kuAllâh (12:57) kuthetha ukuba sizigcine kude kuzo zonke iintlobo-ntlobo zezono nezenzo ezingcolileyo, senze izenzo ezihle: ukuthandaza i*Salâh*, sihlawule *izakâh,* sizile ngenyanga yokuzila, sithethe okulungileyo ebantwini singabi nabuqhetseba, sithande uAllâh, uMthunywa waKhe nenkolo yethu i-Islam, sihlawule namatyala ethu esiwabamba abantu

Icandelo 8

58. Ke kaloku abantakwabo uYûsuf beza, bangena kuye, wabazi yena, kodwa abamazi bona.
59. Akugqiba ukubanika ababeze kukufuna wathi, “Ndiziseleni umntakwenu ophuma kutata wenu (lo mntakwabo ke yayinguBhenjamin), anibonanga na ukub ndininik umlinganisel ozeleyo, nokub mna ndingumbuki weendwendwe olungileyo?
60. Kodwa ke ukuba nithe aneza naye kum, akukho mlinganiselo (wambona) niya kuwufumana nina kum, ningayi kusondela nokusondela kum.”
61. Bathi bona, “Siya kuzama ukufumana imvume kutata wakhe yaye inene siya kukwenza oko thina.”
62. (UYûsuf) wayalela izicaka zakhe ukuba mazithabathe imali leyo babeze kuthenga ngayo umbona ziyibuyisele kwasezingxoweni zabo, khon’ukuze bayazi xa befika kwabakubo, ukuze baphinde beze kwakhona.
63. Bakufika kutata wabo, bathi (kuye), “Hini na tata! Akukho mlinganiselo wambona siya kuphinda siwufumane ngoku (ngaphandle kokuba size nomntakwethu). Ke ngoko sithumele kunye nomntakwethu, size sifumane umlinganiselo wethu, yaye thina inene siya kumlondoloza (umntakwethu).”
64. Wathi yena, “Ndinganithemba ngaye ngaphandle kwangalaa ndlela ndanithemba ngayo ngomntakwabo (uYûsuf) ngaphambili? Kodwa uAllâh nguYena Mlondolozi Ulungileyo, yaye nguSozinceba kwabo banenceba.”
65. Bathi bakuvula iingxowa zabo, bayifumana imali yabo ibuyiselwe kwakubo. Bathi, “Tata! Ingaba yintoni enye esisayifunayo? Nantsi imali yethu ibuyiselwe kwakuthi, ke ngoko siya kufumanela ikhaya lethu ukutya, kananjalo siya kumlondoloza umntakwethu, size songezelele umthwalo

wenkamela enye. Lo mlinganiselo kuza kuba lula (ukuba ikumkani isinike)."

66. (UYa'kûb) wathi, "Andiyi kumthumela nani de nina nifunge isifungo esisibophelelo kum ngeGama lika-Allâh, nithi niya kubuya naye ngaphandle kokuba nina niye narhangqelwa (ziintshaba)." Bathi ke besakuthabatha isifungo esisibophelelo, wathi yena, "UAllâh UliNgqina koko sikuthethileyo."
67. Wathi kananjalo, "Hini na boonyana bam! Nize ningangeni ngesango elinye, koko maze ningene ngamasango ahlukeneyo, yaye andingekhe ndinincede nganto ngokuchasene noAllâh konke-konke. Inene! Isigqibo sixhomekeke kuAllâh kuphela, Mna ndibeka ithemba lam kuYe, yaye bonke abo bakholwayo mababeke ithemba labo kuYe."
68. Ekungeneni kwabo ngokwecebiso likatata wabo akuzanga kubancede nakancinane oko ngokuchasene noAllâh oko kwakuyimfuno nje yentliziyo kaYa`kûb nawaye wayikhupha (kuye) kananjalo yena wayephiwe ulwazi ngenxa yokuba Samfundisa Thina kodwa uninzi lwabantu alwazi nto.

Icandelo 9

69. Bakufika phambi koYûsuf, wawola umntakwabo (uBhenjamin) wathi, "Inene mna ndingumntakwenu ke ungakhathazeki koko bakwenzayo."
70. Akugqiba ukubanika oko babeze kukufuna, wafaka isitya (segolide) engxoweni yomntakwabo. Umkhwazi wamemeza, "Nina basenqwelweni ningamasela!"
71. Baguquka bona bajonga ngakubo (abo babekhwaza), bathi, "Yintoni na enilahlekeleyo?"
72. Bathi bona, "Silahlekelwe sisitya esigolide sikakumkani, ke lowo uthe wasiveza (uya kufumana) umthwalo wenkamela yaye ndiya kunyanzeleka (ndimnikile)."

73. Bathi bona? “Sifunga ngoAllâh! Inene niyazi nina okokuba asizanga kwenza butshinga kweli lizwe, yaye thina asingomasela.”
74. Bathi bona, “Iya kuba yintoni ke isohlwayo sabo baya kufumaniseka bengamaxoki?”
75. Bathi bona (abantakwaboYûsuf), “Isohlwayo salowo, siya kubhaqwa engxoweni yakhe kuya kufuneka ukuba abanjwe ohlwayelwe (ityala elo). Sibohlwaya kanjalo thina abenzi bobubi.”
76. Ke kaloku (uYûsuf) waqalisa (ukusikhangela) ezingxoweni zabo phambi kokuba aye kweyomntakwabo. Wasifumana kweyomntakwabo. Samcwangcisela kanjalo ke uYûsuf. Wayengekhe akwazi ukuthabatha umntakwabo ngokomthetho wekumkani (amenze ikhoboka) kungengaNtando ka-Allâh. Thina Sinyusela lowo Sithande ukumnyusela kwimigangatho ephezulu, kodwa ke phezu kwabo bonke abo banolwazi (nguAllâh) uSolwazi.
77. Bathi (abantakwaboYûsuf), “Ukuba uyeba, kwakukho omnye umntwakwabo owebayo ngaphambili (kunaye).” Kodwa izinto ezinjengezo uYûsuf wazigcina kuye entliziyweni, engavezi zimfihlelo kubo. Wathi entliziyweni yakhe “Nina nikwimeko emaxongo ngakumbi, yaye uAllâh nguYe Onolwazi ngoko nikuchazayo!”
78. Bathi bona, “Hini na mlawuli welizwe! Inene yena unotata wakhe osele emdala (oza kuba buhlungu ngenxa yakhe); ke kaloku thabatha omnye wethu endaweni yakhe. Inene thina sicinga ukuba wena ungomnye wabenzi bokulungileyo.”
79. Wathi yena, “UAllâh Akavumi, ukuba sithabathe nawuphi na koko mayibe ngulowo sisibhaqe kuye (isitya) sethu. Inene ukuba singenza loo nto siya kuba singabenzi bobubi.”

Icandelo 10

80. Ekumncameni kwabo, babamba intlanganiso bucala omdala kubo wathi, “Anazi na okokuba utata wenu uthabathe isifungo kuni eGameni lika-Allâh, yaye ngaphambili kunoku nasilela ukwenza uxanduva lwenu ngoYûsuf? Ngoko ke mna andiyi kulishiya eli lizwe ade utata wam andivumele, okanye uAllâh Enze isigqibo ngemeko yam (ngokuphathelene noBhenjamini) yaye Yena (uAllâh) nguYena Mgwebi Ulungileyo kubagwebi.
81. Buyelani ke kutata wenu nithi (kuye), “O tata wethu! Inene, unyana wakho (uBhenjamini) uye weba, ke thina akukho nto siyingqinayo ngaphandle koko sikwaziyo, yaye besingekhe sikwazi okungabonwayo (ngamehlo enyama).”
82. “Ungafane ubuze naphaya kubantu besixeko ebesikuso, nenqwelo ebesibuya ngayo; inene thina sithetha inyaniso.”
83. Wathi yena (uYa‘kûb), “Nakanye, nina ngokwenu ikho into enizimfamekisa ngayo. Ke kaloku umonde nguwona ulungileyo (kum) mhlawumbi uAllâh Uza kubabuyisela kum bonke. Inene Yena! Nguye kuphela OnguSolwazi, uSobulumko.”
84. Akugqiba wabafulathela, wathi, “Inene, umphefumlo wam ubuhlungu ngoYûsuf!” Ke kaloku waye waphanyaka amehlo akabona ngenxa yobuhlungu bentliziyo yakhe eyayicinezelekile.
85. Bathi bona, “Sifunga ngoAllâh! Awusokuze uyeke ukucinga ngoYûsuf de ube buthathaka ngenxa yobudala okanye ude ube ngowabafileyo.”
86. Wathi yena: “Mna ndikhalazela ukuba buhlungu kwentliziyo yam kuAllâh Yedwa, yaye mna ndazi endikwaziyo kuAllâh eningakwaziyo nina.”
87. “Hini na bonyana bam! “Hambani niye kubuzisa ngoYûsuf nomntakwabo, ningaze nililahle ithemba ngeeNceba zika-

Allâh. Inene akukho mntu ulahla ithemba ngeeNceba zika-Allâh ngaphandle kwabo bangakholwayo."

88. Ke kaloku bathi bakufika kuYûsuf, bathi, "Hini na mlawuli welizwe! Ixesha lobunzima lisithwaxile thina nekhaya lethu, ke kaloku, siphethe imadlana engephi, ke sinike umlinganiselo ozeleyo, usenzele isisa. Inene uAllâh Uyabavuza abo banesisa."
89. Wathi yena, "Niyayazi into enayenza kuYûsuf nomntakwabo ngethuba naningekazi nto?"
90. Bathi bona, "Ingaba ngenene wena unguYûsuf? Wathi yena: Mna ndinguye uYûsuf, lo ngumntakwethu (uBhenjamin), uAllâh ngenene Ube noBabalo kuthi, inene lowo uMoyika ngenene uAllâh abe nentobeko kuYe, abe nomonde, inene, uAllâh Akawenzi ulahleke umvuzo wabenzi bokulungileyo."
91. Bathi Bona, Sifunga ngoAllâh, inene uAllâh Ukhethe wena phezu kwethu, yaye ngokwenyani thina besingaboni."
92. Wathi yena, "Makungabikho ukuzisola namhlanje, uAllâh Unixolele, yaye Yena nguSozinceba wabo babonakalisa inceba!"
93. "Hambani nale hempe yam, niyibeke ebusweni bukatata wam, uza kutsho abone ngokucacileyo, nize nize nosapho lwenu lonke."

Icandelo 11

94. Ukuhamba kwenqwelo, utata wabo wathi, "Inene ndiyaliva ivumba likaYûsuf enokuba nindicingela ukuba ndaluphele na."
95. Bathi bona, "Sifunga ngoAllâh! Inene wena usekwimpazamo yakho endala."
96. Ke kaloku ukufika komphathi weendaba ezivuyisayo wajula (ihempe) phezu kobuso bakhe, wabona ngokucacileyo. Wathi, "Anditshongo na kuni ukuba ndazi endikwaziyo kuAllâh eningakwaziyo nina."
97. Bathi bona, "O tata wethu! Sicelele itarhu (kuAllâh) ngezono zethu inene thina besingaboni."

98. Wathi yena, “Ndiya kunicelela itarhu eNkosini yam, inene Yona Yodwa nguMxoleli, uSozinceba.”
99. Bathi bakufika phambi koYûsuf, wawolana nabazali bakhe, wathi, “Ngenani eYiputa ngokhuseleko, ukuba uAllâh Uyathanda.”
100. Ke kaloku wabaphakamisela abazali bakhe etroneni, bawa baqubuda phambi kwakhe. Wathi yena, “O tata! Le yintsingiselo yephupha lam langaphambili! INkosi yam Ilenze lazaliseka! Inene Yona Yayisoloko Ilungile kum, ukundikhupha kwaYo entolongweni,Yanizisa apha, Inikhupha kubomi bokuhamba nihlala entlango, emva kokuba uShaytân ehlwayele ubutshaba phakathi kwam nabantakwethu. Inene iNkosi yam InobuBele neMfesane kulowo Imthandileyo. Inene Yona Yiyo Yodwa EnguSolwazi, uSobulumko.”
101. “Nkosi yam! Wena inene Undiphe ubunganga Wandifundisa nokutolika amaphupha (Wena) Mdali wamazulu nomhlaba. UnguMlondolozi wam Wena kweli hlabathi nakwelizayo. Ndenze mna ndife ndiliMuslim, Undimanye namalungisa.”

Icandelo 12

102. Ezo ziindaba zokungabonwayo eSizityhila kuwe (Muhammad). Wena wawungekho kunye nabo xa babequlunqa bebodwa, naxa babesenza iyelenqe (labo).
103. Ke kaloku uninzi lwabantu aluyi kukholwa enokuba oko ungakulangazelela ngenkuthalo engakanani na.
104. Kananjalo akukho mvuzo ubahlawulisa wona ngayo (i-‘Kur’ân) kananjalo yona ayinto yimbi ngaphandle kokuba yinkumbuzo, necebiso kwindalo yonke.
105. Khona mingaphi imiqondiso emazulwini nasemhlabeni abadlula kuyo lo gama bengakholwa kuyo!
106. Uninzi lwabo alukholwa kuAllâh ngaphandle kokwayamanisa amahlulelane kuYe, bona bangabakhonzi bezithixo.

107. Ingaba baziva bekhuselekile na ekuzeni kwesigqubuthelo esisisohlwayo sika-Allâh kubo, okanye ekufikeni kweYûre yokuGqibel kub ngequbulis l gam bay kuba bengayilindelanga?
108. Yithi (Muhammad), “Le yiNdlela yam; mna ndimemela kuAllâh ngolwazi oluqinisekileyo. Mna nabani na lowo undilandelayo. Makazukiswe, Adunyiswe uAllâh, ke kaloku mna andingomnye wabakhonzi bezithixo.”
109. Kananjalo aSizanga Sithumele (baProfeti) phambi kwakho (Muhammad) ngaphandle kwabo babengamadoda ayephuma kubantu basezilalini eSatyhila kubo (ulwazi lwenkolo). Abakawuhamba-hambi na umhlaba babone okokuba saba yintoni na isiphelo sabo babengaphambili kunabo? Kodwa ikhaya lobomi obuzayo lilona lilungileyo, kwabo benza okulungileyo. Ingaba aniyi kuqonda na ?
110. (Bona baye bamelwa esohlwayeni), bada abaThunywa baphelelwa lithemba nengcinga yokuba babesalelwa, bethintelwa (ngabantu). Ke kaloku lwafika uNcedo lweThu kubo, abo Sathandayo ukubasindisa, basinda. Kananjalo isohlwayo seThu angekhe sishenxiswe ebantwini abangabenzi bobubi
111. Inene embalini yabo kukho isifundo kubantu abaqiqayo. Yona (i‘Kur’ân) asiyongxelo eqanjiweyo koko isisingqino (seeNcwadi zika-Allâh) ezaziphambi kwayo, yaye iyinkcazelo echazwe ngokwengcombolo yezinto zonke, isisiKhokelo nobabalo kubantu abakholwayo.

ISahluko 13
AR-RA`D (IINDUDUMO) 13

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Alif-Lâm-Mîm-Râ. Ezi ziiVesi zeNcwadi (i'Kur'ân), Kananjalo oko kutyhilwe kuwe (Muhammad) kuvela eNkosini yakho, kuyinyaniso, kodwa uninzi lwabantu alukholwa.
2. UAllâh nguloWo Waphakamisa amazulu ngaphandle kweentsika eninokuzibona. Waza Wanyukela ngentla kweTrone. Yena Wenze ilanga nenyanga ukuba nganye kuzo ijikeleze kweyayo indlela isithuba sexesha elimisiweyo. Yena Ulungelelanisa, Alawule izinto zonke, Acacise iiVesi ngokwengcombolo, khon'ukuze nikholwe ngokuqinisekileyo kwindibano (yenu) neNkosi yenu.
3. Kananjalo nguYe Owandlale umhlaba Wabeka apho iintaba eziqinileyo nemilambo nazo zonke iintlobo zeziqhamo. Wenza izibini (inkunzi nemazi). Yena Ubuyisa ubusuku bube sisigqumathelo semini. Inene kwezi zinto kukho imiqondiso kubantu abazikisayo ukucinga.
4. Emhlabeni kukho iindlela (imizila) ezimeleneyo, nezidiliya, nezityalo eziluhlaza, nemithi yeedatilisi, ekhula ibe mibini okanye ibe mithathu, ihluma ezingcanjini zesiqu somthi omnye, ngapha koko zinkcenkceshelwa ngamanzi afanayo, kodwa ezinye zazo Sizenza zibe mnandi ngaphezulu kunezinye xa zityiwa. Inene kwezi zinto kukho imiqondiso kubantu abaqondayo.
5. Ke kaloku ukuba wena (Muhammad) ukhwankqisiwe (kukungakholwa kwabantu kwi'Kur'ân), okukhwankqisa (ngakumbi) yintetho yabo ethi, "Sisakuba sifile, sele siluthuli, siza kuvuswa ngenene na sibe kwindalo entsha?" Abo

ngabo bangakholwayo eNkosini yabo! Bona ngabo baza kuqanyangelwa izandla zabo kuye kutsho ezintanyeni zabo ngamatyathanga entsimbi. Baya kuba ngabahlali baseMlilweni, baya kuhlala apho kuwo.

6. Bakucela ukuba ukhawulezise ngobubi (isohlwayo) phambi kokulungileyo lo gama (zingaka ukubaninzi) izohlwayo ezingumzekelo ezehla ngaphambili kunabo. Kodwa iNkosi yakho Inenceba ebantwini, nangona benezenzo ezigwenxa. Ke kaloku iNkosi yakho Yohlwaya kabuhlungu.
7. Kananjalo abangakholwayo bathi, "Kutheni kungekho mqondiso uthunyelwayo kuye (uMuhammad) osuka eNkosini yakhe!" Wena (Muhammad) into oyiyo unguMlumkisi, yaye (iqela) ngalinye labantu linomkhokeli walo.

Icandelo 2

8. UAllâh Uyakwazi okuqulethwe (eziswini) zabasetyhini, (Wazi) nokuba kukangakanani na okudingwa zizibeleko, okanye okugqithisileyo. Zonke izinto kuYe zingomlinganiselo (ofanelekileyo).
9. USolwazi wokungabonwayo nokubonwayo, Omkhulu, Ophakamileyo.
10. Kuyafana (kuYe) nokuba nawuphi na kuni uyakufihla akuthethayo okanye akutsho elubala, nokuba angazifihla ebusuku okanye ahambe emini ngokukhululekileyo.
11. (Kumntu ngamnye), kukho (iingelosi) ngokulandelelana (kwazo) ngaphambili nangemva kwakhe. Ziyamlondoloza ngokoMyalelo ka-Allâh. Inene uAllâh Akayi kuyiguqula imeko yabantu ukuba nabo abayiguquli imeko yabo ngokwabo. Kodwa ukuba uAllâh Uthande ukuthoba isohlwayo ebantwini, akukho nto inokusibuyisa umva, yaye abayi kufumana mkhuseli ngaphandle kwaKhe.

12. NguYe Onibonisa ukubaneka njengento eyoyikisayo, nethemba. Kananjalo nguYe Ovelisa amafu, asindwa (ngamanzi).
13. Ke kaloku iindudumo[1] zizukisa, zidumise Yena, zenze njalo neengelosi ngenxa yobungangamsha baKhe. Aze Athumele isithonga, ngaso Abethe lowo Athande ukumbetha, kodwa ngoko kunjalo abangakholwayo basaphikisana (nani) ngoAllâh. Yena Unamandla kakhulu, Wohlwaya kanobom.
14. LelaKhe iLizwi lenyaniso, ke bona (abakhonzi bezithixo), abo babiza kubo, ababaphenduli banjengomntu owolula isandla sakhe efuna amanzi ukuba afikelele emlonyeni wakhe, kodwa asuke angafikeleli kuye; ke kaloku imithandazo yabangakholwayo ayinto yimbi ngaphandle kokuba kukulahleka.
15. Kananjalo (phambi) koAllâh kuwa, kuqubude wonke osezulwini nasemhlabeni, ethanda, engagathandi, kanti zenza njalo nezithunzi zabo ekuseni nasemva kwemini.
16. Yithi (Muhammad), "Ngubani OyiNkosi yamazulu nomhlaba?" Yithi, "NguAllâh." Yithi, "Ingaba nina nizithabathela bakhuseli bambi na ngaphandle kwaKhe, abangenamandla okuzinceda okanye awokuzenza ububi eziqwini zabo?" Yithi, "Ingaba ongaboniyo uyafana na nobonayo?" Okanye ubumnyama buyafana na nokukhanya? Okanye bayamanisa kuAllâh amahlulelane adale indalo efana nqwa neyaKhe, kangangokuba loo ndalo (yabo) ibonakale ifana kubo?" Yithi, "UAllâh nguMdali wezinto zonke; yaye Yena Ungongaphikisekiyo."
17. Yena Uthumela amanzi emhlabeni evela esibhakabhakeni, neentili ziphuphuma ngokomlinganiselo wazo, kodwa

1 Igama elibhekisa kwindudumo okanye ukuzongoma ngesiArabhu ngu:Ra'd (13:13). URa'd kuthiwa sisiThunywa sezulu esilawula amafu, siwaqhubele apho sithanda aye khona ngemvume ka-Allâh kananjalo siyamzukisa uAllâh ngendumiso zaKhe.

isikhukula sona senza igwebu eliphakama libe phezu komhlaba kanti (nentsimbi ekrwada) leyo bayitshisayo emlilweni ukuze benze izihombiso, nezixhobo, ivelisa igwebu njengaso, (isikhukula). Wenza njalo ke uAllâh ukubonisa inyaniso nobuxoki. Ke lona igwebu liyahamba limke ngamanxweme, lo gama oko kuluncedo eluntwini kushiyeka emhlabeni. Uyibeka ngolo hlobo ke uAllâh imizekeliso.

18. Kebona abo balusabelayo ubizo lweNkosi yabo (ngokwamkela i-Islam) okwabo iya kuba kokulungileyo (iPaladesi) kodwa abo bangazanga balusabele ubizo lwaKhe (uAllâh), enokuba konke okusehlabathini ibingaba kokwabo, baze bafune ukunikela ngako konke befuna ukuzisindisa (esohlwayweni bekungayi kwamkelwa). Okwabo iza kuba sisiHogo; Hayi ukuba mbi kwaloo ndawo yokuphumla.

Icandelo 3

19. Ingaba lowo ukwaziyo okutyhilwe kuwe (Muhammad) kuvela eNkosini yakho, okokuba kuyinyaniso, uyafana na nalowo uyimfama? Kodwa (inene) ngabantu abanengqiqo kuphela abaphulaphulayo.
20. Abo bazalisekisa uMnqophiso ka-Allâh, bangasaphuli isithembiso.
21. Nabo badibanisa oko uAllâh Ayalele ukuba kudityaniswe, baze boyike iNkosi yabo, besoyika nesohlwayo esibuhlungu.
22. Nabo bahlala benomonde bafune inkxaso, benze i*Salâh*, banikele kumalizo ngoko Sibaphe kona ekhusini nasekuhleni, baphindise okubi ngokulungileyo, abanjalo okwabo sisiphelo esilungileyo.
23. YiPaladesi iEden abaza kungena kuyo bekunye nabo benza okulungileyo, koyise babo, nabafazi babo, nabantwana babo. Ke kaloku iingelosi ziza kungena zize kubo ngamasango onke (zisithi),

24. "*Salâmu 'alykum* (uxolo malube nani) ngokuba nanyamezelayo ngomonde! Lihle ngokwenene iKhaya (lenu) lokugqibela."
25. Ke bona abo baphula uMnqophiso ka-Allâh, emva kokumiselwa kwawo, bahlula oko uAllâh Wayalela ukuba kudityaniswe, benze ubutshinga emhlabeni, isiqalekiso siphezu kwabo, yaye okwabo likhaya ekungekho konwaba kulo (esiHogweni).
26. UAllâh Uyasandisa isixhaso salowo Athande ukumandisela, Aze Ancitshe lowo Athande ukumncitsha. Kananjalo bona bonwabile kubomi balo mhlaba lo gama ubomi balo mhlaba xa buthelekiswa nobo Buzayo bubufuthsane, bululonwabo oludlulayo.

Icandelo 4

27. Abo bangakholwayo bathi, "Kutheni kungekho mqondiso uthunyelwayo kuye (uMuhammad) ovela eNkosini yakhe! Yithi wena, "Inene uAllâh Uyekela ekulahlekeni lowo Athandileyo Aze Akhokelele kuYe abo babuyela kuYe ngenguquko."
28. Abo bakholwayo (kuAllâh) abantliziyo zabo zifumana ukuphumla xa bekhumbula uAllâh; inene kwinkumbulo ka-Allâh iintliziyo zifumana ukuphumla.
29. Abo bakholwa kuAllâh, basebenze imisebenzi yezenzo ezilungileyo, zonke iintlobo zolonwabo ziya kuba zezabo nendawo eyiyeyona intle yokubuyela.
30. Sikuthumele ngolo hlobo wena (Muhammad) kuluntu olwandulelwa lolunye uluntu ngaphambili kwalo, khon'ukuze ube nokubacengcelezela oko Sikutyhile kuwe, lo gama bona bengakholwa kuSolubabalo (uAllâh), yithi, "Yena yiNkosi yam! Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe (yaye) elam ithemba likuYe, kananjalo mna ndiya kubuyela kuYe ngenguquko."

31. Ke kaloku ukuba bekungabakho i'Kur'ân ebeziya kuthi iintaba zisuke ngayo (ezindaweni zazo) okanye umhlaba wahlukane kubini ngayo, okanye abafileyo benziwe bathethe, (abangakholwoyo bebengayi kukholwa nakuyo leyo). Kodwa isigqibo ngezinto zonke inene sesika-Allâh. Ingaba abo bakholwayo abakayazi na into yokuba, ukuba uAllâh Ebethanda, Ebengabakhokela bonke abantu? Kananjalo intlekele ibingazi kuyeka ukubathwaxa abo bangakholwayo ngenxa yezenzo zabo (ezingcolileyo) kungenjalo (intlekele leyo) isuke izinze emizini yabo, kude kufike isithembiso, sika-Allâh. Inene uAllâh Akasaphuli isithembiso saKhe.

Icandelo 5

32. Inene (baninzi) abaThunywa abagculelwayo ngaphambili kunawe (Muhammad) kodwa Ndasirhoxisa isohlwayo kwabo bangakholwayo, Ndaza ekugqibeleni Ndabohlwaya. Sabanjani ke isohlwayo saM!
33. Ingaba loWo Umi phezu komphefumlo ngamnye, Okwazi konke okuzuzileyo (Angafana nazo naziphi na izithixo ezingazi nto)]? Kodwa ngoko kunjalo bayamanisa amahlulelane kuAllâh. Yithi, "Khanibatsho ngamagama abo! Ingaba niza kuchazela (uAllâh) into Angenalwazi ngayo emhlabeni okanye nenza nje umboniso wamazwi obuxoki?" Nakanye abo bangakholwayo, iyelenq labo lenziwe lakhangeleka lilihle kubo, yaye bathintelekile (ukuba bangene) kwiNdlela ethe Tye; ke lowo uAllâh Ambeke ekulahlekeni akukho mkhokeli kuye.
34. Okwabo sisohlwayo kubomi beli hlabathi, yaye inene sinzima isohlwayo soBomi Obuzayo yaye abanamkhuseli ngokuchasene noAllâh.
35. Umzekelo wePaladesi leyo ithenjiswe abamoyikayo uAllâh, ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo, imbonelelo yayo ingunaphakade ube njalo nomthunzi wayo; eso sisiphelo

sabamoyikayo uAllâh ukanti isiphelo sabangakholwayo nguMlilo!

36. Abo Sabanika iNcwadi bayavuyiswa koko Sikutyhile kuwe (i'Kur'ân) Kodwa phakathi kwabo balubumbano (AmaYuda nabahedeni) kukho abaphika inxalenye yako. Yithi (Muhammad), "Mna ndiyalelwe ukuba ndinqule uAllâh Yedwa, ndingayamanisi mahlulelane kuYe. Ndibiza kuYe (Yedwa) yaye kukuYe apho ndiza kubuyela khona."
37. Ke kaloku Siyithumele ngolo hlobo (i'Kur'ân) ukuba ibe lugwebo olusemagunyeni ngesiArabhu. Ukuba wena (Muhammad) unokulandela iminqweno yabo engento yanto, emva kokuba ulwazi lufikile kuwe, akuyi kuba namkhuseli ngokuchasene noAllâh.

Icandelo 6

38. Eneneni Sathumela abaThunywa phambi kwakho, Sabenzela abafazi nabantwana. Kananjalo yayingekokoMthunywa ukuza nomqondiso ngaphandle kweMvume ka-Allâh. Ixesha ngalinye lineNcwadi (elayityhilelwayo).
39. UAllâh Ucima oko Athande ukukucima, Angqine okoAthande ukukungqina. Yaye kuYe kukho unozala weeNcwadi[2].
40. Enokuba Siyakubonisa na (Muhammad) inxalenye yoko Sibathembise ngako okanye Sikwenze ubhubhe, owakho umsebenzi kukuvakalisa (uMyalezo) kuphela, kuxhomekeke kuThi ukubamisa ematyaleni.
41. Ababoni na ukuba Siyawunciphisa ngokuwunciphisa umhlaba (wabangakholwayo, ngokuthi Siwunike abakholwayo ngendlela yoloyiso kwiimfazwe) kwimida yawo. NguAllâh

2 Unozala weencwadi okanye umama, unina weencwadi (132:39) licwecwe elikuAllâh elibizwa ngokuba yi'Lawhul Mahfûdth.' Ngamafutsahane liCwecwe Eligciniweyo

Ogwebayo, akukho mntu unokusibuyisela emva isigwebo saKhe, yaye Uyakhawuleza ukumisa ematyaleni.

42. Inene abo bangaphambili kunabo, bawaqulunqa amayelenqe, kodwa zonke izicwangciso zezika-Allâh, Nguye Okwaziyo okuza kuzuzwa ngumntu ngamnye, kwaye abangakholwayo baza kwazi okokuba iza kuba lelikabani na ikhaya (lokugqibela) elihle.

43. Kananjalo abo bangakholwayo bathi, "Wena (Muhammad) awungoMthunywa." Yithi, "Ingqina Elanelyo phakathi kwam nani nguAllâh nabo banolwazi lweziBhalo[3].

3 Abanolwazi lweziBhalo (13:43) yayingabantu abafana noAbdullahi Ibin *Salâm* namanye amaYuda namaKhristu ayamkele iIslam ngexesha uMprofeti ka-Allâh, uMuhammad waye sadla ubomi kulo mhlaba. Yena uAbdullahi Ibin Salam phambi kokuba amkele inkolo yeIslam wayengumbingeleli wamaYuda. Ngoko ke wayesazi ngokupheleleyo isiBhalo samaYuda, yiyo loo nto uAllâh ekhankanya into yokuba Yena nabantu abanjengabo bangamangqina awoneleyo kwinyani yokuba uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, unguMthunywa

ISahluko 14
IBRÂHÎM (UABRAHAM) 14

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Alif-Lâm-Râ. (Le 'Kur'ân) yiNcwadi eSiyityhile kuwe (Muhammad) khon'ukuze ube nokukhokelela abantu baphume ebumnyameni bangene ekukhanyeni ngeMvume yeNkosi yabo, babe seNdleleni kaSomandla, uMnini weendumiso (zonke).
2. UAllâh lowo konke okusemazulwini ikokwaKhe nako konke okusemhlabeni! Yeha kwabangakholwayo kwisohlwayo esibuhlungu.
3. Abo bakhetha ubomi beli hlabathi kunoBuzayo. Babesisithintelo eNdleleni ka-Allâh (i-Islam), bafune ubugosogoso kuyo, abo bona balahleke bakude (lee).
4. Kananjalo aSizanga Sithumele Mthunywa, Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo, khon'ukuze enze umyalezo ucace kubo. Ke kaloku uAllâh Ulahlekisa lowo Athande ukumlahlekisa, Akhokele lowo Athande ukumkhokela. Yena nguSomandla, uSobulumko.
5. Inene Sathumela uMûsâ nemiqondiso yeThu, (Sathi),"Khupha abantu bakuni ebumnyameni ubangenise ekukhanyeni, ubakhumbuze ngamabali eziganeko zika- Allâh. Inene apho kukho imiqondiso, kuye wonke umntu onomonde, onombulelo."
6. Kananjalo wathi uMûsâ esakuthi kubantu bakubo, "Khumbulani iiMfefe zika-Allâh kuni, xa Wanisindisayo kubantu bakwaFir`awn ababenithuthumbisa ngesohlwayo esibuhlungu, begwinta oonyana benu bashiye abasetyhini

benu bephila; ke kaloku olo yayiluvavanyo olukhulu oluvela eNkosini yenu.

Icandelo 2

7. Yabonani! INkosi yenu (Yathi), "Ukuba niyawenza umbulelo (kuM), Mna Ndiya (kunibabala) ngakumbi, kodwa ukuba anibuleli, inene isohlwayo saM sibuhlungu kanobom."
8. Kananjalo uMûsâ wathi, "Ukuba anikholwa nina nabo bonke abantu ehlabathini, inene Yena uAllâh UsisiTyebi, UnguMnini wazo zonke iindumiso.
9. Ingaba iindaba azifikanga na kuni, ezabo babengaphambili kunani, abantu bakwaNûh Nabakwa-'Ad nabakwaThamûd? Nabo basemva kwabo? Akukho namnye obaziyo ngaphandle koAllâh. Kubo kweza abaThuynwa babo benemiqondiso ecacileyo, kodwa babeka izandla zabo emilonyeni yabo, bathi, "Inene thina asikholwa koko nina nikuthunyiweyo yaye sikuthandabuza ngamandla oko nisimemela kuko nina (kuyi-Islam)."
10. AbaThunywa babo bathi, "(Nithini na!) Ingaba nineentandabuzo ngoAllâh, uMdali wamazulu nomhlaba? Yena Unibizela (ekuMthobeleni) khon'ukuze Anixolele izono zenu, Aze kananjalo Asirhoxise isohlwayo kuni, Asirhoxisele ixesha elimisiweyo." Bathi bona, "Nina akukho nto niyiyo ngaphandle kokuba ngabantu abafana nathi! Nina nifuna ukusisusa koko oobawo bethu babekunqula. Yizani negunya elicacileyo kaloku."
11. AbaThunywa bathi kubo, "Asiyonto yimbi thina ngaphezu kokuba ngabantu njengani kodwa uAllâh Uthoba uBabalo lwaKhe kulowo Athande ukuluthoba kuye kwizicaka zaKhe. Ayikokwethu ukuba size nomqondiso kuni ngaphandle kwemvume ka-Allâh. Kananjalo amakholwa makabeke ithemba lawo kuAllâh.

12. Singathini na ukungabeki ithemba lethu kuAllâh Esakuba Esikhokelele kwiindlela zethu? Yaye inene thina siya kubunyamezela ngomonde bonke ububi eniya kusenza bona, ke bona abo bakholwayo mababeke ithemba labo kuAllâh."

Icandelo 3

13. Abo bangakholwayo bathi kubaThunywa babo, "Inene thina siya kunigxotha, sinikhuphe ezweni lethu, kungenjalo niya kubuyela enkolweni yethu." Ke kaloku iNkosi yabo (abaThunywa) yatyhila kubo (yathi), "Inene Thina Siza kubatshabalalisa abagabadeli."
14. Kananjalo Thina Siza kwenza nina ukuba ibe nini abaza kulihlala (eli) lizwe emva kwabo. Oku kokwalowo woyika ukuma phambi kwaM (ngoMhla woVuko), esoyika nesilumkiso saM."
15. (Ke kaloku abaThunywa) bafuna isigqibo (eNkosini yabo uAllâh), baza bonke abagwiliki abaqaqadekileyo baba sentshabalalweni.
16. Emva kwakhe (nawuphi na osisikhukhumali somgabadeli) sisiHogo, yaye uya kusezwa amanzi abilayo.
17. Uya kufumana ubunzima ukuwaginya (ehle), kwaye ukufa kuya kuza kuye kuvela macala onke, kodwa akayi kufa yaye (okuya kulandela) emva kwakhe sisohlwayo esikhulu.
18. Umzekeliso wabo bangakholwayo eNkosini yabo, kukuba imisebenzi yabo ifana nothuthu, oluvuthuzwa ngumoya (ngamandla) ngemini enesichotho. Abayi kukufumana oko bakusebenzelayo. Oko kukulahleka (okwababeka) kude lee (eNdleleni ethe Tye).
19. Akuboni na ukuba uAllâh Wadala amazulu nomhlaba ngenyaniso? Ethanda Anganisusa Avelise indalo entsha (esikhundleni senu).
20. Kananjalo oko kuAllâh akunzimanga.

21. Ke kaloku baza kuvela bonke phambi koAllâh (ngoMhla wokuGqibela); baze abo babengenamandla bathi kwabo babekhukhumele (abangabalawuli), “Inene thina sasilandela nina; ingaba ningasinceda nokuba kungantoni na ngo-kuchasene nesohlwayo sika-Allâh?” Baza kuthi bona, “Ukuba uAllâh Wayesikhokele thina, ngesasinikhokele nani. Kuyafana kuthi (ngoku) nokuba singabhabhazela (ngumsindo) okanye sinyamezele (isohlwayo) ngomonde; akukho ndawo esinokuzifihla kuyo.”

Icandelo 4

22. Kwaye uShaytân uza kuthi usakuba umcimbi kufikelelwe esigqibeni ngawo, athi, “Inene nina uAllâh Wanithembisa isithembiso esiyinyaniso, kanti nam ndanithembisa, kodwa mna ndiningcatshile. Mna ndandingenagunya phezu kwenu ngaphandle kokuba mna ndandinibiza nize nina nisabele kum. Ke kaloku musani ukugxeka mna, zigxekeni nina, andinakuninceda nganto mna, kanti nani aninakundinceda nganto. Mna ndiyasiphika isenzo senu enasenzayo sokundayamanisa mna (Shaytân) nindenze ihlulelane lika- Allâh (ngokundiphulaphula)”. Inene okwabagabadeli sisohlwayo esibuhlungu.
23. Ke bona abo bakholwayo, benza izenzo zobulungisa, baya kungeniswa eMiyezweni ekumpompoza amanzi phantsi kwayo, bahlale apho ngonaphakade ngeMvume yeNkosi yabo. Umbuliso wabo apho uya kuba kukuthi, ‘Salâm’ (uxolo).
24. Awuboni na ukuba uAllâh Uwenza njani na umzekeliso? Ilizwi elilungileyo elinjengomthi olungileyo, ongcambu zawo zimile zaqina nkqi, amasebe awo aye kufika esibhakabhakeni.
25. (Lo mthi) unika iziqhamo zawo maxa onke, ngeMvume yeNkosi yawo, ke kaloku, uAllâh Wenzela abantu imizekeliso khon’ukuze bakhumbule.

26. Ke wona umzekeliso welizwi elingcolileyo unjengomthi ongcolileyo, oncothuliweyo ebusweni bomhlaba, ongenasizinzo.
27. UAllâh Uza kubaqinisa abo bakholwayo, ngelizwi eliya kuma liqine kweli hlabathi, nakuBomi oBuzayo. Kananjalo uAllâh Uza kwenza kulahlekelwe abo bangabenzi bobubi, yaye uAllâh Wenza Athande ukukwenza.

Icandelo 5

28. Awubabonanga na abo baguqule intsikelelo ka-Allâh bayenza ukungakholwa, benza abantu bakubo ukuba bahlale kwikhaya lentshabalalo?
29. EsiHogweni kulapho baza kutsha khona, enjani yona ukungcola indawo yokuhlala!
30. Kananjalo benzela uAllâh abavukeli, ukulahlekisa (abantu) endleleni yaKhe! Yithi (kubo), "Yonwabelani (ubonyana benu obufutshane)! Kodwa inene isiphelo sohambo lwenu siseMlilweni."
31. Yithi (kwakhona) kubakhonzi baM, "Abakholiweyo, mabenze i*Salâh*, banikele kumalizo kwimbonelelo eSibaphe yona, emfihlakalweni okanye ekuhleni, ingekafiki iMini ekungayi kubakho ntengiselwano nabutshomi (ngayo)."
32. UAllâh nguYe Odale amazulu nomhlaba nothumela amanzi (emhlabeni) evela esibhakabhakeni Aze ngawo lawo Avelise iziqhamo ukuba zibe yimbonelelo yenu, Wenza iinqanawa kananjalo ukuba zibe luncedo kuni; ngokuthi ziwize (zidade) zinqumle ulwandle ngoMyalelo waKhe, Wenza nemilambo ukuba ibe luncedo kuni.
33. Wenze ilanga nenyanga ukuba zombini zilandele iindlela zazo rhoqo, (khon'ukuze zibe luncedo kuni), kananjalo Wenze ubusuku nemini ukuba zibe luncedo kuni.

34. Waphinda Waninika konke oko nikucelayo, ke kaloku ukuba ningazibala iintsikelelo zika-Allâh anisokuze nikwazi ukuzibala. Inene umntu ngumenzi wobugwenxa wokwenene, akakholwa.

Icandelo 6

35. Yabonani uIbrâhîm wathi, "O Nkosi yam! Yenza esi sixeko (iMakkah) ibe sisixeko soxolo nokhuseleko, Undigcine mna noonyana bam kude nokunqula izithixo (izinyanya njl-njl).
36. "O Nkosi yam! Inene bona bakhokelele abantu abaninzi ekulahlekeni, kodwa lowo ulandela mna inene yena uya kuba ungowam, ke lowo ungandithobeliyo. Wena Uya kuhlala UnguMxoleli, uSozinceba.
37. O Nkosi yethu! Mna ndenze enye yenzala yam ukuba ihlale entilini engalinywayo, ngaseNdlwini yaKho eNgcwele (iKa'bha) khona ukuze bona Nkosi yethu bakwazi ukwenza i*Salâh*. Ke kaloku zalisa iintliziyo zabathile kubantu ngothando mayela nabo. Kananjalo Wena babonelele ngeziqhamo khon'ukuze banike umbulelo (kuWe).
38. O Nkosi yethu! Inene Wena Wazi esikufihlayo nesikuvezayo. Akukho nto efihlakeleyo kuAllâh emhlabeni nasezulwini.
39. Ukudunyiswa kokuka-Allâh. Ondiphe uIsmâ`îl ebudaleni bam noIs-hâ`k. Inene! INkosi yam ngokwenene Yona nguMphulaphuli wemithandazo.
40. O Nkosi yam! Ndenze ndibe ngumntu owenza i*Salâh*, nenzala yam, Nkosi yethu yamkela umthandazo wam.
41. Nkosi yethu ndixolele mna nabazali bam, namakholwa ngomhla wokumiselwa kwamatyala."

Icandelo 7

42. Musani ukucinga ukuba uAllâh Akakwazi oko kwenziwa ngabenzi bobubi koko Ubarhoxisela isohlwayo kude kube yiloo Mini amehlo aza kujama (athi nta) ngenxa yexhala.
43. Bengxamele phambili iintamo bezirhole (ziyiminkabankaba), iintloko ziqwanyele phezulu, ukubona kwabo kungabuyeli kubo neentliziyo sele zingamaphanga.
44. Ke wena (Muhammad) lumkisa abantu ngeMini isohlwayo esiya kubafikela; baze ngoko abenzi bobubi bathi, "Nkosi yethu! Khawusirhoxisele isohlwayo okwethutyana, siya kulusabela ubizo lwaKho, sibalandele nabaThunywa [baKho!" (kuze kuthiwe kubo)], "Akwaba naningazanga nifunge mandulo okokuba anisokuze nishiye (ihlabathi ngenxa yoBomi oBuzayo).
45. "Yaye nina nanihlala kwiindawo zabo bazona imiphefumlo yabo, kananjalo kwakucacile kuni ukuba Saya Senza njani na ngabo. Yaye Thina Sinenzele imizekeliso (emininzi)"
46. Inene bona baqulunqa amayelenqe abo (amakhulu), kodwa amayelenqe abo abonwa nguAllah, nangona amayelenqe abo ayenokususa iintaba ezindaweni zazo.
47. Musani ukucinga ukuba uAllâh Uza kusilela ukuzalisekisa isithembiso, saKhe kubaThunywa baKhe inene uAllâh nguSomandla, Okwaziyo ukuthabatha impindezelo.
48. NgeMini ihlabathi liya kuguqulwa libe lelinye ihlabathi, kube njalo nasemazulwini, zize (izidalwa zonke) zivele phambi koAllâh, Omnye, Ongenakuphikiswa.
49. Nize nibabone abenzi bobubi (bebotshelelwe ndaweninye ngamatyathanga.
50. Izambatho zabo ziya kuba mnyama thsu, ukanti uMlilo uya kubagquma ubuso babo.
51. Khon'ukuze uAllâh Abuyekeze umntu ngamnye ngoko akusebenzeleyo. Inene uAllâh Uyakhawuleza ngesohlwayo.

52. (Le ‘Kur’ân) nguMyalezo ebantwini khon’ukuze balumkiseke ngayo, ukuze kananjalo bazi okokuba Yena (uAllâh) nguYe Yedwa uThixo, (ngoko ke) abantu bengqiqo mabathabathe ingqalelo.

Isiqendu 14

ISahluko 15
AL-HIJR[1] (ILIWA)15

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Alif-Lâm-Râ. Ezi ziiVesi zeNcwadi yaye ziyi'Kur'ân ecacileyo.
2. Mhlawumbi abo bangakholwayo baya kunqwenela ukuba akwaba babengamaMuslim (ngoMhla woVuko)?
3. Bayeke ke batye, bonwabe, bazilibazise ngamathemba (obuxoki). Kungekudala baza kwazi.
4. ASizanga Sitshabalalise nasiphi na isixeko kungekho Ncwadi (yommiselo) waso eyaziwayo.
5. Akukho sizwe sinokwenza ixesha laso esilibekelweyo likhawuleze okanye libuyiselwe umva.
6. Kananjalo bathi, "Hini na wena kuthunyelwe iDthikr[2] kuye inene wena ushiywa ziingqondo!
7. Kutheni kaloku ungakhe uze neengelosi kuthi nje ukuba uthetha inyaniso?"
8. Thina Asizithumeli iingelosi zihle phantsi ngaphandle kokuba zizise inyaniso (isohlwayo) Yaye Sisakwenza njalo) akuyi kubakho kurhoxiswa kwasohlwayo (kubantu abangakholwayo)!

1 I*Hijr* (15:1), ngesiXhosa liliwa, gama elo lithetha, ilitye, iliwa, idwala. Ukanti ngokweSûrah le uHijr isenokuba ligama lendawo kuba kwiVesi yama-80-84 sichazelwa ngesehlo esahlela abahlali bakuloo ndawo kwakusithiwa yiHijr.

2 IDthikr yi'Kur'ân, (15:6) yaye intsingiselo kaDthikr ngu'ukukhumbula', inkumbulo, inkumbuzo, isikhumbuzi, umkhumbuzi, kanti nabantu abacamngca ngoAllâh okanye babize athile kumagama waKhe amnandi kuthiwa benza iDthikr.

9. Inene Sithi abathumele iDthikr (i'Kur'ân kwaye Siza kuyilondoloza ngokwenene (ekoniweni)[3].
10. Inene Thina Sathumela (abaProfeti) ngaphambili kunawe (Muhammad) kubantu ngabantu bamandulo.
11. Ke kaloku akukho namnye kubaThunywa abakha bangamgculeli akufika kubo.
12. Sibenza bungene kanjalo ke (ubuhedeni) ezintliziyweni zabenzi bobubi.
13. Abakholwa kuyo (i'Kur'ân) kanti ke (eso) sisithethe sabantu bamandulo.
14. Enokuba Singabavulela isango ezulwini bangene ngalo, (imini yonke).
15. Ngokungathandabuzekiyo (ukutshona kwelanga) bebeza kuthi, "Amehlo ethu (anokuba) ebephanyakile, besithakathiwe."

Icandelo 2

16. Inene Thina Sibeke iinkwenkwezi ezinkulu ezulwini, Salihombisa kwabalibukeleyo.
17. Yaye Sililondolozile kuye nawuphi na uShaytân owaqalekiswayo.
18. Ngaphandle kwaloo (Shaytân) uye aye kubisa, aphulaphule aze aleqwe ngedangatya lomlilo ovuthayo.
19. Kanti wona umhlaba Siwandlalile, Sabeka apho kuwo iintaba, eziqine nkqi, Sahlumisa zonke iitlobo-ntlobo zezinto zaba ngomlinganiselo oqingqiweyo.

3 Apha uAllâh (15:9) Wenza isithembiso sokuba i'Kur'ân Uza kuyilondoloza ekoniweni ngabantu, oku kuthetha ukuba i'Kur'ân iya kuhlala injengoko yayityhililwe, ayisokuze itshintshatshintshwe, kumana kufakelwa amazwi athile azizihlomelo, kususwe athile kusithiwa iyalungiswa kungenjalo kuthiwe iya-'Rivise(wa)'. Yona i'Kur'ân isenjengoko yayifike injalo kwiminyaka ephantse ibe liwaka elinamakhulu amahlanu ukuza kuthi ga ngoku kulo nyaka wama 1431 Hijr (2010 CE) ayikajikwa njengoko ezinye iziBhalo zezinye iinkolo sele zajikwa-jikwa egameni le'Revison'.

20. Kananjalo apho Sinike iimbonelelo ngendlela yokuphila kwenu nezo zinto zingabonelelwa nini (izilwanyana eziphilayo, iinkomo, izinambuzane njl-njl).
21. Yaye akukho nanye into engenawo umsindleko wayo kuThi, kananjalo aSiwuthumeli kuyo ngaphandle komlinganiselo owaziwayo.
22. Ke kaloku Thina Sithumela imimoya echumisayo, Size Senze amanzi (emvula) ehle esibhakabhakeni, Siwanike nina nisele, ayinini abanini vimba bawo.
23. Kananjalo inene SiThi abanika ubomi, Senze nokufa, yaye Thina Siziindlalifa.
24. Inene Thina Siyabazi abo beza ngaphambili, Sibazi kananjalo nabo baye basalela ngemva.
25. Inene iNkosi yakho Iza kubaqokelela ndaweninye bonke. Yona nguSobulumko, uSolwazi.

Icandelo 3

26. Kananjalo Samdala umntu ngodongwe olomileyo olwabunjwa lwaba ludaka.
27. Zona ii*Jinni*, Sazidala ngaphambili (kunomntu) ngomlilo ongenamsi.
28. Yabona! INkosi yakho Yathi kwiingelosi, “Ndiza kudala umntu ngodongwe olomileyo olwenziwe udaka.
29. Ndakuba Ndimgqibile ukumbumba ngokupheleleyo, Ndamphefumlela ngomoya waM, nina niya kuguqa phantsi niqubude kuye.”
30. Ke kaloku iingelosi zaqubuda zonke kuye.
31. Kwasala uIblîs (uSathana)! Yena wala ukuba ngomnye wabo baqubudayo.
32. (UAllâh) Wathi, “Hini na Iblîs! Kungani na wena ukuba ungabi ngomnye wabo baqubudayo?”

33. (UIblîs) wathi, “Mna andinguye onokuqubuda emntwini, Omdale ngodongwe olomileyo olwenziwe udaka.”
34. Wathi (uAllâh), “Phuma umke apha kuba inene wena , ungoqalekisiweyo.
35. Kwaye inene wena isiqalekiso siya kuba phezu kwakho kude kube yiMini yoVuko (lwabafileyo).”
36. (UIblîs) wathi, “O Nkosi yam! Ndirhoxisele isohlwayo kude kube yiMini yoVuko (lwabafileyo).”
37. (Wathi uAllâh, “Ngoko ke ungomnye wabo barhoxiselweyo isohlwayo sabo
38. Kude kube yiMini etyunjiweyo,”
39. Wathi, (uIblîs, “O Nkosi yam! Ngenxa yokuba Undibeke ekulahlekeni, inene mna ndiya kuyihombisa indlela eya ekulahlekeni kubo (abantu) emhlabeni, yaye ndiya kubalahlekisa bonke.
40. Ngaphandle kwezicaka zakho ezinyanisekileyo kubo.”
41. (UAllâh) wathi, “Le yiNdlela engqale kuM Ngqo[4].
42. Inene wena awuyi kuba nagunya phezu kwezicaka zaM, ngaphandle kwabo balandela wena bazii-Ghrâwûn[5]
43. Yaye isiHogo likhaya labo lesithembiso bonke.
44. Sona (isiHogo) sinamasango asixhenxe, ngalinye kuloo masango kukho udidi (olulodwa lwaboni) olugcinwe apho.

4 INdlela ekuthethwa ngayo apha (15:41) yindlela yabakhonzi baka-Allâh abathembekileyo. Wonke umntu ofunayo angaba ngomnye wabakhonzi baka-Allâh abathembekileyo. Abangengabo abathembakeleyo baba sisisulu sokuhendwa nguSathana

5 IiGhrâwûn (15:42) ngabakhonzi bezithixo, abakhonzi bezinyanya, abakhonzi bakaYesu Khristu nabenzi bobubi, abagabadeli. Eneneni eli gama ‘Ghrâwûn ndilibhale ngale ndlela ngenxa yokuba ndisazi ukuba lingabadida abanye abantu bekumele ukuba ndilibhale ngolu hlobo: Grâwûn. ‘Gr’ njengaku‘umgrugra’, igrogro, ‘ukugrogrisa njalo njalo’.

Icandelo 4

45. Inene bona abaMoyikayo uAllâh baya kuba phakathi eMiyezweni enemithombo yamanzi (ePaladesi).
46. (Kuya kuthiwa kubo), “Ngenani phakathi ngoxolo, nikhuselekile.
47. Yaye Thina Siya kususa nasiphi na isixhiba abanaso ezintliziyweni zabo omnye komnye. Baya kuba ngabazalwana, bajongane, ubuso ngobuso, besezihlalweni eziphakamileyo.
48. Akukho kudinwa kuya kubafumana bona apho, bengayi kugxothwa nakugxothwa apho.
49. Vakalisa ke wena (Muhammad) ezicakeni zaM okokuba inene Mna NdinguMxoleli, uSozinceba.
50. (Ubazise) nokokuba isohlwayo saM sibuhlungu kanobom.
51. Ke kaloku baxelele ngamandwendwe kaIbrâhîm (aye eziingelosi).
52. Athi akungena kwakhe, athi, “*Salâm*” (uxolo). UIbrâhîm wathi, “Inene thina siyanoyika.”
53. Athi wona, “Musa ukoyika! “Sikuphathele iindaba ezivuyisayo zomntwana oyinkwenkwe, onolwazi oluninzi nobulumko.”
54. UIbrâhîm wathi, “Nindiphathele iindaba ezivuyisayo ekubeni ukwaluphala sele kundifumene (kangaka)? Ziyintoni ezo ndaba zenu?”
55. Athi wona (amandwendwe lawo), “Sikuphathele iindaba ezivuyisayo ngenyaniso, musa ukuba ngomnye wabo bangenathemba.”
56. UIbrâhîm wathi, “Ngubani na olahla ithemba lenceba yeNkosi yakhe ngaphandle kwalowo ulahlekileyo?”
57. (UIbrâhîm wathi, “Kanti uyintoni umbandela enize ngawo kanye kanye nina ziThunywa?”
58. Zathi zona, “Thina sithunyelwe kubantu abangabenzi bobubi.
59. “Bangcole bonke ngaphandle kosapho lukaLût, lona ke ngokuqinisekileyo siya kulusindisa ekutshatyalalisweni.

60. Ngaphandle komkakhe, yena lowo sele simisele okokuba uya kuba ngomnye wabo baza kushiyeka ngemva."

Icandelo 5

61. Ke kaloku izithunywa ezo zisakufika kusapho lukaLût,
62. Wathi yena, "Inene ningabantu endingabaziyo mna."
63. Zathi zona, "Yeha! Size kuwe (ngeso) sohlwayo bebesoloko besithandabuza.
64. Kananjalo sikuzisele inyaniso yaye sithetha inyaniso.
65. Ke wena hamba ngenxalenye yobusuku nosapho lwakho, uze wena uhambe ngemva kwalo, maze kungabikho namnye kuni unyeka ngemva koko hambani niye apho niyalelwe ukuba niye khona."
66. Ke kaloku Thina Sawenza wazeka kuye lo mmiselo wokuba iingcambu zabo bangaboni ziza kuncothulwa ekuseni ngonyezi (kusemyama).
67. Abemi besixeko (iSodom neGomora) beza bevuya (besakuva ukuba kukho amadodana amahle afikileyo kwaLût.)
68. ULût wathi, "Ezi ziindwendwe zam. Musani ukundihlaza kuzo.
69. Kananjalo yoyikani uAllâh, ningandihlazi."
70. Bathi bona, "Asizanga sikwalele na ukuba uthethe ephakadeni?"
71. ULût wathi, "Izizo ezi iintombi zam nje (eninokuzitshata), ukuba (kunyanzelekile) nenze le nto (nifuna ukuyenza)?"

72. Inene Ndifunga[6] ngobomi bakho (Muhammad), ekunxileni kwabo bubundlobongela babo, babefathula ngobumfama.
73. Bafunyanwa sisithongakazi (esikhulu) ukuphuma kwelanga.
74. Sazibhedulula izixeko, zajonga ezantsi, Sathulula imvula yamatye odongwe olutshisiweyo phezu kwabo.
75. Inene! Kulo eli (bali) kukho imiqondiso kwabo baqondayo.
76. Kananjalo izixeko ezo zazimi kuhola wendlela (ophakathi kweMakkah neSiriya, ndawo leyo namhlanje yaziwa ngokuba yi*Dead Sea*).
77. Inene, kwesi (sehlo) kukho umqondiso kwabakholwayo.
78. Ke kaloku nabemi basezinkunini[7] babekwangabagabadeli.
79. Thina ke Sathabatha impindezelo kubo. Bona nabaseSodom ababesendleleni enguhola ukuba babonwe, (bacace) gca.

Icandelo 6

80. Kananjalo nabemi basemaweni babaphika abaProfeti.
81. Sabanika Thina imiqondiso yeThu kodwa abakholwa kuyo.

6 La mazwi, “Ndifunga ngobomi bakho (Muhammad) (15:72) ngamazwi atshiwo nguAllâh Ozukileyo kuphela, umntu nje akavumelekanga ukuba angawasebenzisa ngaphandle kokuba uwafunda okanye uwacengceleza kwi‘Kur’ân kuba abantu bamele ukufunga ngoAllâh Yedwa Jwi, Angadityaniswa namntu. Abantu abathile kumaMuslim bayayenza impazamo yokufunga ngoAllâh okanye nge‘Kur’ân, umzekelo baye bathi: “Wallahi waRasûl. NgesiXhosa bathi: “Ndifunga ngoAllâh noMthunywa.” Igwenxa loo nto. Okanye ubave besithi: “Wallahil ‘Kur’ân: (Ndifunga ngoAllâh i‘Kur’ân, okanye, Ndifunga ngoAllâh we‘Kur’ân. Ayikho into enjalo kwiimfundiso zeIslam. Umntu ofungayo kufuneka athi: “Wallâ*h*i” okanye athi: “Billâ*h*i” okanye athi : “Tallâ*h*i” Oko kukuthi : “Ndifunga ngoAllâh”, Enye indlela yokufunga esetyenziswa ngabantu abangenalwazi lweIslam kukuthi, “Kassam”. Nale ayiveli kwiimfundiso zeIslam. Uqaphele ke ukuba xa ufunga uthi: “Wallâ*h*i” okanye uthi, “Billâ*h*i” kungenjalo uthi: “Tallâ*h*i”. Awuthi Wallâ*h*i, Billâ*h*i, “Tallâ*h*i” koko usebenzisa ibe nye kuzo, hayi zonke ngaxeshanye

7 Abemi basezinkunini (15:78) ngabantu bakwaMidiyani abaMprofeti wabo yayinguShu‘aybh.

82. Bona babesakha imizi yabo ezintabeni ngokukhusekileyo.
83. Kodwa sona isithonga sabafumana ekuseni ngesifingo,
84. Ke kaloku ubutyebi (babo ababebusebenzele) abuzanga bubancede nganto.
85. Thina ke ASizanga Sidale amazulu nomhlaba nako konke okuphakathi apho ngaphandle kokuwadalela inyaniso. Kananjalo iYure yona iyeza ngokwenene, ke (wena Muhammad) xolela ngokuxolela okuhle.
86. Inene iNkosi yakho nguMdali, uSolwazi.
87. Inene Thina Sikuphe iSab'an minal mathâni[8] ne'Kur'ân enkulu.
88. Ke kaloku wena maze amehlo akho angajameli izinto eSiziphe abathile kubo (abangakholwayo), ungabi buhlungu nokuba buhlungu ngazo. Yiba nenceba kwabakholwayo (amaMuslim).
89. Yith kub (Muhammad), "Mn ndinguMlumkisi ngokuselubala.
90. Njengoko Sithumele kubahlula-hluli[9].
91. Abenz i'Kur'â ib zizahlul ngezahlul (bakholwe kwinxalenye yayo bangakholwa kwenye).
92. Inene (Ndifunga) ngeNkosi yakho (Muhammad), Siza kubabiza bonke beze embuzweni.
93. Ngako (konke) oko bakwenzayo.
94. Wena ke vakalisa ngokuphandle [ungawufihli (uMyalezo ka- Allâh)] lowo uyalelwe ngawo. Uzikhwebule kubakhonzi bezithixo.
95. Inene Thina Siya kukwenza wanele uwedwa ngokuchasene nabagculeli.
96. Abayamanisa omnye uthixo kuAllâh, kodwa baza kwazi kungekudala.

8 I*Sab-'an minal Mathâni* (15:87) yiSûrah Fâtiha, esisahluko sokuqala okanye sokuvula. Eli gama; Sab'an minal Mathâni lithetha ukuthi, "iiVesi ezisixhenxe ezihlala ziphinda-phindwa.

9 Abahlula-hluli (15:90) ngabahedeni bama-Arabhu, namYuda namaKhristu.

97. Inene, Thina Siyazi okokuba intliziyo yakho icinezelekile ngenxa yoko bakuthethayo.
98. Ke wena zukisa ngendumiso iNkosi yakho, ube ngomnye wabo baqubudayo kuYo.
99. Uyinqule iNkosi yakho kananjalo kude kufike isiqinisekiso esiyinyani (ukufa).

ISahluko 16
AN-NAHL (INYOSI)16

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Umyalelo[1] ka-Allâh uzakufika, ningawungxameli. Makazukiswe, Adunyiswe Yena ngaphezulu kwazo zonke izinto abazayamanisa naYe bazenze amahlulelane aKhe.
2. Yena Uthumela iingelosi zihle noMoya (oyiNgcwele) ngokoMyalelo waKhe phezu kwalowo Athandileyo kwizicaka zaKhe. (Athi kuye), "Lumkisa abantu okokuba akukho thixo wumbi ngaphandle kwaM, futhi noyike Mna.
3. Yena Udale amazulu nomhlaba ngenyaniso. Uphakamile Yena, Ungentla kwazo zonke ezo zinto bazayamanisa, bazenze amahlulelane aKhe.
4. Yena Udale umntu ngeNutfah[2] kodwa yabona! Kwayena lo (mntu) uphinda abe ngumphikisi oselubala (ka-Allâh).
5. Ukanti Yena Unidalele impahla (efuywayo); kuyo leyo nifumana ukufudumala nezinye izinto ezininzi eziyinzuzo, kanti kwazona niyazitya.
6. Kananjalo kuzo apho nifumana umfaneleko xa nizibuyisela ekhaya ngenjikalanga, naxa nizikhokelela emadlelweni kusasa.
7. Zinithwalela imithwalo yenu ziyise ezindaweni ebeningekhe nifike kuzo ningathanga nifumane ubunzima. Inene, iNkosi yenu Inemfesane, nguSozinceba.
8. Yena Unidalele amahashe, ama-esile neembongolo ukuba niziqabele kwanokuba zibe ngumfaneleko kuni, ukanti Udale nezinye izinto nina eningenalwazi ngazo

1 Umyalelo ka-Allâh (16:1) yiMini yoMgwebo.
2 INutfah (16:4) yimbewu yomntu elulwelo oluphuma endodeni xa ihlangene nowasetyhini, besabelana ngesondo.

9. Loluka-Allâh uxanduva lokucacisa iNdlela ethe Tye. Kodwa kukho iindlela eziphambukela ecaleni kwaye Yena ukuba Ebethanda Ebenganikhokela nonke.

Icandelo 2

10. NguYe Othumela amanzi (emvula) avela esibhakabhakeni; kuwo lawo niyasela kuze kwangawo lawo kukhule uhlaza enithi nithumele iinkomo zenu ziye kuludla.
11. Ngamanzi lawo Unihlumisela izityalo, iminquma, iidatilisi, imidiliya, nazo zonke ezinye iintlobo-ntlobo zeziqhamo. Inene! Kuko oku kukho ubungqina nomqondiso ocacileyo kubantu abacingisisayo.
12. Kananjalo Yena Unilawulela ubusuku nemini, nelanga nenyanga; neenkwenkwezi ziphantsi kolawulo lwaKhe. Inene kuko oku kukho ubungqina kubantu abaqondayo.
13. Nantoni na Anidalele zona emhlabeni eziyimibala ngemibala, inene! Kuko oku kukho umqondiso kwabanekumbulo.
14. NguYe Onilawulela ulwandle khon'ukuze nitye iinyama ezintsha, ezithambileyo, nithi kananjalo nikhuphe kulo apho izihombiso zokunxiba. Niyazibona iinqanawa ziwiza kulo (ulwandle) khon'ukuze nifumane ubuBele baKhe (ngokuthi nithumele iimpahla zenu kwiindawo ngeendawo) khon'ukuze nibe nombulelo.
15. Yena Umilisele iintaba emhlabeni zema nkqo. Ukuze (umhlaba lowo) ungangcangcazeli nani, kanti (Unenzele) imilambo neendlela khon'ukuze nizikhokele ngazo (xa niseluhambeni).
16. Nangeebhakana nangeenkwenkwezi (abaye abantu) bazikhokele ngazo.
17. Ingaba Odalayo Uyafana na nongadaliyo? Kanti anisayi kuqaphela na?

18. Ke kaloku ukuba nina ninokubala izibabalo zika-Allâh beningekhe nikwazi ukuzibala. Inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
19. Kwaye Yena Uyakwazi enikufihlayo nenikuvezayo.
20. Abo (thixo) babiza kubo ngaphandle koAllâh akukho nto bayidalileyo koko kwabona badaliwe.
21. (Bona) bafile, abanabomi, yaye abazi nokuba baza kuvuswa nini na.

Icandelo 3

22. UThixo wenu nguThixo Omnye, kodwa abo bangakholwayo kuBomi oBuzayo, iintliziyo zabo ziya kuphika oku yaye banenkukhumalo.
23. Eneneni uAllâh Uyakwazi abakufihlayo nabakuvezayo. Inene Yena Akabathandi abakhukhumalayo.
24. Xa kusithiwa kubo, "Yintoni na oko kutyhilwe yiNkosi yenu (i'Kur'ân) bathi bona, "Ziintsomi zabantu bakudala!"
25. Bona baza kuthwala imithwalo (yezono) zabo ngokugcweleyo ngoMhla woVuko, baze bathwaliswe nemithwalo yabo babalahlekisayo bengazi. Kungcole kanobom oko baza kukuthwaliswa.

Icandelo 4

26. Ababandulelayo nabo baqulunqa kodwa uAllâh Wabetha kwisiseko sesakhiwo sabo, lwawa uphahla phezu kwabo lusuka phezulu, saza isohlwayo sabafumana sivela kumacala abangawacingelanga.
27. Ukanti ngoMhla woVuko, Usaza kubahlaza, Athi kubo, "Aphi na kaloku amahlulelane aM enanidla ngokuphikisana (nabakholwayo) ngawo. Ke bona abo banikwe ulwazi

(lwe'Kur'ân) baya kuthi, "Inene, ihlazo nembandezelo ziphezu kwabangakholwayo naMhlanje."

28. Abo ubomi babo buthatyathwa ziingelosi lo gama besesebugwenxeni, baza kwenza ukuzinikela okungeyonyani (bathi), "Thina sasingenzi kungcola." (iingelosi ziza kuphendula), "Ewe! Inene nguAllâh uSolwazi woko nanikwenza.
29. Ngoko ke ngenani emasangweni esiHogo, nihlale phakathi apho, inene, hayi ububi bekhaya (lokugqibela) lezikhukhumali."
30. Ke kaloku xa kusithiwa kwabo bamoyikayo uAllâh, "Yintoni na leyo ithunyelwe yiNkosi yenu?" Bathi bona, "Koko kulungileyo." Kuba kwabo benza okulungileyo kweli hlabathi okwabo kokulungileyo, yaye ikhaya loBomi oBuzayo lilona lilungileyo. Hayi ukuba lihle kwekhaya labamoyikayo uAllâh!
31. YiPaladesi iEden abaza kungena kuyo, ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo, yaye baya kufumana kuyo apho konke abakunqwenelayo, Ubavuza kanjalo ke uAllâh abanyulu.
32. Abo ubomi babo buthatyathwa ziingelosi babe bona bekwimo yobunyulu ziya kuthi (kubo), "*Salâmun 'alykum* (uxolo malube nani), ngenani ePaladesi, ngenxa yoko (kulungileyo) nakwenza (ehlabathini)."
33. Ingaba (abangakholwayo) balindele ukuba kufike iingelosi kubo okanye kufike uMyalezo weNkosi yakho? Benza njalo ke nabangaphambili kunabo. UAllâh Azanga Abenze bubi koko ngabo ngokwabo abazenza ububi.
34. Ke kaloku iziphumo ezibi zezenzo zabo zabafumana, noko babekugculela kwabagubungela.

Icandelo 5

35. Abo bayamanisa abanye kunqulo luka-Allâh bathi, “Ukuba uAllâh Wayethandile sasingekhe thina noobawo bethu sinqule enye into ngaphandle kwaKhe, kananjalo sasingekhe salele ukwenziwa kwayo nayiphi na into kungekho (ngokoMyalelo) waKhe.” Benza njalo ke nabo bangaphambili kunabo. Ingaba abaThunywa babenoxanduva olwalulolunye na ngaphandle kokuvakalisa uMyalezo ngokucacileyo?
36. Inene Thina kwisizwe ngasinye Sithumele uMthunywa (Ofika avakalise okokuba); “Nqulani uAllâh (Yedwa) niyeke ugabadelo.” Ke kaloku abanye phakathi kwabo baba nokukhokelwa nguAllâh, abanye phakathi kwabo bafanelwa kukulahleka. Ke kaloku khanikhe nihamba-hambeni ehlabathini nibone okokuba saba njani na isiphelo sabo babephika (inyaniso).
37. Ukuba ngaba (Muhammad) ubanqwenelela isiKhokelo, Yena ke uAllâh Akabakhokeli abo Abenze ukuba balahleke yaye abayi kufumana namncedi.
38. Ke kaloku bafunga ngoAllâh izifungo zabo ezimandla okokuba uAllâh Akayi kumvusa ofileyo. Ewe nje (Uza kubavusa) (eso) sisithembiso sesibophelelo kuYe ngenyaniso, kodwa uninzi lwabantu alwazi nto.
39. Ukuze Enze kucace kubo inyaniso yoko bangangqinelaniyo ngako kwanokuba abo bangakholwayo babe nokwazi okokuba babengamaxoki.
40. Inene eleThu iLizwi nento eSithande ukuba Siyenze Sisuka nje Sithi kuyo, “Yibakho!” Ibekho.

Icandelo 6

41. Abo bafudukayo ngenxa yokukholisa uAllâh, emva kokuba babenziwe ubugwenxa, Siya kubanika ngokwenene indawo

yokuhlala elungileyo kweli hlabathi, kodwa wona umvuzo welizayo uya kuba mkhulu ngakumbi ukuba bebesazi.

42. (Abo ke) ngabo baba nomonde, babeka ithemba labo eNkosini yabo.

43. Kananjalo ASizanga Sithumele ngaphambili kunawe nantoni na ngaphandle kwamadoda, eSawathumelela isiTyhilelo. Ke kaloku buzani kubantu abanolwazi lwesiBhalo, ukuba anazi.

44. Ngemiqondiso ecacileyo neNcwadi (Sathumela abaProfeti) Sathumela kananjalo kuwe (Muhammad) iDthikr (i'Kur'ân), khon'ukuze uchazele abantu ngokucacileyo oko kuthunyelwe kubo, kwanokuba bacingisise.

45. Ingaba abo baqulunqa amayelenqe angcolileyo baziva bekhuselekile na okokuba uAllâh Akayi kubatshonisa bazike emhlabeni, okanye isohlwayo asiyi kubahlasela kumacala abangawalindelanga?

46. Okanye Ababambe phakathi besaya okanye bebuya (emisebenzini yabo), ukuze bangabi nakuphuncula (esohlwayweni sika-Allâh).

47. Okanye Ababambe ngokuya bemosha ngokumosha (ubutyebi babo). Inene! INkosi yenu InobuBele, nguSozinceba.

48. Kanti abaziqwalaseli na izinto ezidalwe nguAllâh: (indlela) eziba ngasekunene ngayo nasekhohlo ngayo izithunzi zazo, ziqubude kuAllâh, zibe zithobekile?

49. Ke kaloku kuAllâh kuqubuda zonke izinto ezisezulwini nasemhlabeni. Ezizizidalwa ezinyakazayo neengelosi, yaye azikhukhumali.

50. Zona zoyika iNkosi yazo phezu kwazo yaye zenza loo nto ziyalelwe yona.

Icandelo 7

51. Kananjalo uAllâh Wathi, “Musani ukuthabatha oothixo ababini. Inene uAllâh nguYe kuphela OnguThixo, yoyikani Mna ke nina ngamandla.”
52. KokwaKhe konke okusemazulwini nasemhlabeni neNkolo yokwenene ngonaphakade. Ingaba ke ngoku niya koyika thixo bambi na ngaphandle koAllâh?
53. Kananjalo nantoni na eziintsikelelo nelungileyo eninayo, ivela kuAllâh. Kodwa xa okubi kunichukumisa, nibalekela kuYe.
54. Athi Esakubususa ububi obo kuni, khangela ke! Abanye[3] benu bayamanise abanye (oothixo) kunqulo lweNkosi yabo (uAllâh).
55. Ngoko ke bayakuphika oko bakuphiwe siThi. Vuyani ke okwakaloku nje kodwa kungekudala niza kwazi (nizisole).
56. Kananjalo babalela inxalenye yesixhaso soko Sibaphe kona kwizinto abangenalwazi ngazo. (Ndifunga) ngoAllâh, niza kubuzwa ngokwenene ngako konke enanikuqamba (emhlabeni).
57. Kananjalo babalela iintombi[4] kuAllâh! Makazukiswe Yena (Uphakamile Ukude le) Ungentla kwazo zonke izinto abazibalela kuYe! Nakoko kunqwenelwa ngabo buqu;
58. Xa iindaba (zokuzalwa) komntwana oyintombazana zisaziswa nawuphi na kubo, ubuso bakhe buyafiphala, izale (intliziyo) yakhe bubuhlungu ngaphakathi kwakhe.

3 Ukwayamanisa abanye kunqulo luka-Allâh (16:54) kuthetha ukuba uthi umntu xa efumene into elungileyo athi: “Amawethu okanye izinyanya zam zibe nam” “uThixo Undincedile namawethu abe nam.” Okanye athi: “Ndibulela kuThixo nezinyanya zam.” Yinto engalunganga ke leyo ngokweIslam. Kufuneka umntu abulele kuAllah qha ngaloo nto ilungileyo ayifumeneyo hayi nakwenye into.

4 Abantu ababebalela iintombi kuAllâh (16:57) ngama-Arabhu angabahedeni akudala, ayesithi iingelosi ziintombi zika-Allâh. Ngamanye amazwi babecinga ukuba uAllâh Uzala iintombi zodwa kodwa bona bazala amakhwenkwe. Ayazeki into yokuba babeyifumana phi na into yokuba iingelosi ziziintombi kuba iingelosi azizontombi zingengawo namakhwenkwe na kakade.

59. Azifihle ebantwini ngenxa yobubi axelelwe ngabo. Uza kumgcina (loo mntwana uyintombazana) elihlazo elinjalo okanye uza kumngcwaba ephila emhlabeni? Inene singcolile isigqibo (abasithabathayo).
60. (UBomi oBuzayo) kwabo bangakholwayo kuBomi oBuzayo buyinkcazo engcolileyo (kubo). KuAllâh yinkcazo ephakamileyo yaye Yena nguSomandla, uSobulumko.

Icandelo 8

61. Ukuba uAllah Ebengabahlasela abantu ngenxa yezono zabo ezigwenxa, Ebengayi kushiya nasinye (emhlabeni) isidalwa esinyakazayo, kodwa Ukurhoxisile oko kubo, Ekurhoxisela ixesha elimisiweyo, lisakufika ke elo xesha, abayi kulilibazisa, bengayi kulihambisa ngokukhawuleza nangeyure enye.
62. Babalela kuAllâh oko nabo bangakuthandiyo, namalwimi abo amisela ubuxoki bokuba ezona zinto zilungileyo zezabo. Ngokungathandabuzekiyo, okwabo nguMlilo, kunjalo nje baya kuba ngabokuqala ukugxagxanyiselwa kuwo, baze bashiywe apho kuwo bengahoywanga (mntu).
63. (Ndifunga) ngoAllâh, inene Thina Sathuma (abaProfeti) kwizizwe ezingaphambili kuwe (Muhammad), kodwa uShaytân wenze izenzo zabo zabonakala zintle kubo (abangcolileyo), ngoko ke uShaytân (lowo) ngumhlobo wabo namhlanje, ukanti okwabo iya kuba sisohlwayo esibuhlungu.
64. Kananjalo aSithumelanga Ncwadi kuwe (Muhammad) Siyithumelela nto yimbi ngaphandle kokuba ucacisele abantu ngezinto abangangqinelaniyo ngazo, kwanokuba ibe sisiKhokelo neNceba kubantu abakholwayo.
65. Kwaye uAllâh Uthumela amanzi (emvula) evela esibhakabhakeni, Aze Avuselele umhlaba ngawo emveni kokuba ubufile. Inene kuko oku kukho umqondiso kubantu abaphulaphulayo.

Icandelo 9

66. Kananjalo ezinkomeni kukho isifundo senu. Sinipha ukuba nisele koko kuphuma eziswini zazo, kuphuma phakathi kwelindle lazo negazi, ubisi oluhlambulukileyo; olumnandi kwabaliselayo.
67. Naseziqhameni zedatilisi nemidiliya, nifumana iziselo ezinxilisayo nembonelelo elungileyo. Inene kuloo nto kukho umqondiso olungileyo kubantu abanobulumko.
68. Kananjalo iNkosi yakho yaTyhilela iinyosi Yathi, "Thabathani iindawo zokuhlala kwenu ezintabeni nasemithini nakoko bakwakhayo (abantu).
69. "Yidlani ke kuzo zonke iziqhamo, nilandele iindlela zeNkosi yenu enizenzelwe lula." Nako ke kuphuma isiselo esinemibala ngemibala eziswini zazo esilunyango kubantu, inene kuko oku kukho umqondiso kwabo bacingayo.
70. Kananjalo uAllâh Unidalile kwaye Usaya kunenza nife; ukanti abanye benu babuyiselwa ebuthathakeni bokwaluphala, khon'ukuze bangazi nto emveni kokuba bebesazi. Inene uAllâh nguSolwazi uSomandla.

Icandelo 10

71. Kananjalo uAllâh Ubonelela abanye benu ngobutyebi nangokuba nezinto ngaphezulu kunabanye. Ke kaloku abo babonelelwe ngaphezulu kunabanye abangekhe nakanye banikise ngobutyebi nezinto zabo kwabo basezandleni zabo zokunene (amakhoboka), ukuze balingane ngokumayela (nobutyebi) obo. Ingaba bayaluphika uBabalo luka-Allâh kusini na?
72. Yaye futhi Unenzele abalingane bohlobo lwenu, kananjalo kubafazi benu abantwana nabazukulwana, wanibonelela

ngesixhaso esilungileyo. Ingaba emva (kwako konke) oku bakholwa koothixo bobuxoki, baphike iziBhalo zika-Allâh?

73. Bona banqula abanye ngaphandle koAllâh abangekhe bababonelele ngasixhaso esivela emazulwini nasemhlabeni.

74. Ke kaloku musani ukwenza izifaniso ngoAllâh kuba inene uAllâh Uyazi kanti nina anazi.

75. UAllâh Wenza umzekelo [wamadoda amabini, (enye kuwo)] likhoboka elingenagunya lakulawula nto, ibe (enye kuwo) ingumntu eSimnike iimbonelelo ezilungileyo ezivela kuThi, aze azichithe ezo mbonelelo (kumalizo) emfihlakalweni nasekuhleni, ingaba bayafana na? Ukudunyiswa kokuka-Allâh! Kodwa abaninzi kubo abazi nto.

76. Kananjalo uAllâh Wenza (omnye) umzekeliso wamadoda amabini, enye kuwo isisimumu, ayinagunya phezu kwayo nantoni na, yaye ingumthwalo nakumgcini wayo; nantoni na ayikhombisa yona (ukuba iyenze), akukho nto intle iza nayo. Ingaba indoda enjalo iyafana (nendoda) eyalela ukwenziwa kobulungisa, ibe kwayona iseNdleleni ethe Tye?

Icandelo 11

77. Zezika-Allâh (izinto) ezingabonwayo emazulwini nezasemhlabeni. Kananjalo umbandela weYure[5] awunto yimbi ngaphandle kokuba kukuqhwanyaza kweliso okanye ukukhawuleza okungaphaya koko.

78. Kananjalo uAllâh Unikhuphe ezibelekweni zoomama benu, kungekho nto niyaziyo nina. Ukanti Uninike ukuva, ukubona neentliziyo khon'ukuze nibe nombulelo (kuYe).

5 IYure (16:77) yiMini yoMgwebo eya kufika ingalindelwanga ize ibe ngathi abantu baphile ixeshana elingephi.

79. Kanti abaziboni na iintaka ezibambeka[6] (ziphaphazele) esazulwini sesibhakabhaka? Akukho bani uzibambayo[7] ngaphandle koAllâh Inene koku kukho imiqondiso ecacileyo kubantu abakholwayo.
80. Kananjalo uAllâh Unenzele amakhaya enu ukuba abeziindawo zokuhlala (kwenu). Waza kanajalo Wanenzela iintente ngeemfele zeenkomo ukuba zibe ziindawo zokuhlala kwenu enizifumana zilula ukuziphatha xa niseluhambeni naxa sele nihleli (eluhambeni apho), kanti noboya bazo buzizihombiso nezixhobo eziluncedo (umzekelo, iingubo, iijezi nezinye izinto ezenziwa ngeemfele noboya). Zibubumyoli okwethutyana.
81. Ukanti uAllâh Unenzele imithunzi ngoko Akudalileyo, Wanenzela neendawo zokufumana ukhuseleko ezintabeni, Wanenzela nezambatho zokunikhusela ebushushwini (nasengqeleni) nezinxibo zentsimbi zokunikhusela kuhlaselwano lwenu. Uzifezekise kanjalo ke izibabalo zaKhe kuni, khon'ukuze nizinikele eNtandweni yaKhe (i-Islam).
82. Ke kaloku ukuba bayafulathela, (wena Muhammad) owakho umsebenzi kukuvakalisa (uMyalezo weIslam) ngendlela ecacileyo.
83. Bayaluqonda ubabalo luka-Allâh kodwa basuke baluphike yaye uninzi lwabo ngabahedeni.

Icandelo 12

84. Ngenye iMini Siya kuvelisa ingqina (elinguMprofeti) kwisizwe ngasinye, ke ngoko abo bangazanga bakholwe abayi kunikwa mvume (yakubeka zizathu zakungakholwa kwabo) bengayi

6 UKubambeka kweentaka esibhakabhakeni (16:79) kuchazwa indlela eziye zime zindande, ziphaphazele ngayo ngokubukekayo. Akuthethwa indlela eziye zibanjwe ngayo sisigu.

7 Akukho bani uzibambayo, (16:79) ozinika amandla okuma esazulwini ziphaphazele ngeempiko zazo ngaphandle koAllâh.

kuvunyelwa nokuvunyelwa (ukuba babuyele ehlabathini) bazokuguquka, bacele itarhu kuAllâh (ngezenzo zabo ezigwenxa).

85. Yaye futhi abo benza ubugwenxa baza kusibona isohlwayo, yaye asiyi kwenziwa lula kubo, bengayi kusirhoxiselwa nokusirhoxiselwa.

86. Kananjalo xa abo babesayamanisa amahlulelane kuAllâh bewabona (loo) mahlulelane abo, baya kuthi, "Nkosi yethu la ngamahlulelane ethu esasidla ngokubiza kuwo ngaphandle kwaKho." Kodwa wona asuke aphindisele (loo) ntetho yabo kubo (athi), "Inene! Nina ningamaxoki okwenene!"

87. Yaye ngaloo Mini baya kuzinikela ngokupheleleyo kuAllâh (Yedwa) baze oothixo babo bobuxoki banyamalale phambi kwabo.

88. Abo baye bala ukukholwa, bathintela (abantu) eNdleleni ka-Allâh. Kubo Siya kongezelela isohlwayo phezu kwesohlwayo, kuba babesasaza ukungcola.

89. Ke kaloku ngaloo Mini Siya kuvelisa iNgqina kwisizwe ngasinye (eliya kunika) ubungqina ngokuchasene nabo. Size Sivelise wena (Muhammad) ukuba ube liNgqina ngokuchasene naba (Bantu). Ukanti Sithumele iNcwadi (i'Kur'ân) kuwe ukuba ibe ngumcacisi wezinto zonke, ibe sisiKhokelo, ibe yinceba neendaba ezivuyisayo kwabo bazinikeleyo, (kuAllâh bangamaMuslim).

Icandelo 13

90. Inene uAllâh Uyalela ukwenziwa kobulungisa nokuhle nokunikela kwizizalwana[8] nezihlobo. Nokwalela ukwenziwa kokungcola nobutshinga nayo yonke ingcinezelo. Uniyalela kananjalo ukuba nithabathe ingqalelo.
91. Ke kaloku wuzalisekiseni umnqophiso ka-Allâh xa nithe nanqophisa, ningazaphuli izifungo emva kokuba sele nizimisele, nibeke uAllâh ukuba Abe sisimiso senu. Inene uAllâh Uyakwazi enikwenzayo.
92. Kananjalo ningabi nje ngomfazi okhulula umsonto asele ewolukile emveni kokuba ubusele uqinile, ngokuthabatha izifungo zenu zibe yindlela yokukhohlisa phakathi kwenu, kuba hleze uhlanga oluthile lube luninzi kakhulu kunolunye uhlanga. UAllâh Uyanivavanya kuphela ngako oku. Ukanti ngoMhla wovuko Uza kunenza nicacelwe koko naningavumelani ngako[9].
93. Yaye ukuba uAllâh Ebethanda, Ebenganenza nibe luhlanga olunye (nonke) kodwa Yena Ulahlekisa lowo Athande ukumlahlekisa, Akhokelele lowo Athande ukumkhokelela kodwa ngokuqinisekileyo niza kubuzwa ngoko nakwenzayo.
94. Kananjalo musani ukwenza izifungo zenu zibe yindlela yokukhohlisa phakathi kwenu, (kuze oko kubangele ukuba) unyawo (lomnye kuni) lutyibilike emva kokuba besele lume ngokuqinileyo, nize nibe nokungcamla isohlwayo esibi

8 Izizalwana nezihlobo (16:90) kufuneka umntu oliMuslim asoloko ezihoyile, kuqalela kubazali kuze abantwana nabazukulwana bakho, ibe ngabantakwenu noodade wenu ibe ngoobawokazi bakho, noodadobawo bakho, ibe ngoomalume noomakazi bakho nezinye ke ngoku izizalwana. Kufuneka uzinike uncedo ngalo lonke ixesha unako phambi kokuba unike abanye abantu.

9 Ekungavunyelwana ngako (16:92) bubunye buka-Allâh nokuba nguMprofeti wokugqibela kukaMuhammad. Uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe. AmaMuslim ayavuma ukuba oku kunjalo kodwa abanye abantu abavumi. Yiloo nto ke

sokuthintela (abantu) eNdleleni ka-Allâh, yaye okwenu iya kuba sisohlwayo esikhulu.

95. Yaye futhi ningathengi inzuzwana encinane ngexabiso lomnqophiso ka-Allâh. Inene okukuAllâh kokona kulungileyo kuni ukuba benisazi.

96. Nantoni na eninayo, iza kushokoxeka, ukanti okuku-Allâh kuya kuhlala kukhona, yaye abo banomonde, Siya kubahlawula umvuzo wabo ngokulingana nokona kuhle bakwenzayo.

97. Nabani na owenza ubulungisa, nokuba ungoyindoda okanye ungowasetyhini olikholwa lokwenene yena Siya kumnika ubomi obulungileyo, yaye Siya kubanika (abanjalo) umvuzo wabo ngokomlinganiselo olingana nokuhle abakwenzayo.

98. Ke kaloku xa ucengceleza i'Kur'ân, funa ukhuseleko ngoAllâh kuShaytân owaqalekiswayo.

99. Inene! Yena akanamandla phezu kwabo bakholwayo babeka ithemba labo eNkosini yabo (uAllâh)

100. Amandla akhe (uShaytân) aphezu kwabo bathobela yena bamlandele, ndawonye nabo bayamanisa amahlulelane kuYe (uAllâh).

Icandelo 14

101. Kananjalo xa Sitshintsha iVesi (ye'Kur'ân) endaweni yenye uAllâh Ukwazi ngcono Akuthumela emhlabeni bona (abangakholwayo) bathi, "Wena (Muhammad) ungumqambi," Nakanye, uninzi lwabo alwazi nto.

102. Yithi ke wena, "URûhul 'Kudus[10] uze nayo emhlabeni evela nayo eNkosini yakho inenyaniso, khon'ukuze iqinise, (yomeleze) abo bakholwayo, ibe sisiKhokelo kananjalo

10 URûhul 'Kudus (16:102), nguMoya oyiNgcwele okwathatyathwa ngokuba yingelosi enkulu uGabriyeli, uxolo malube naye

neendaba ezivuyisayo kwabo bazinikeleyo (kuAllâh ukuba babe ngamaMuslim)".

103. Inene! Thina Siyazi okokuba bathi, "Ngubani na omfundisayo (uMuhammad)." Ulwimi lwalowo bathi ufundiswa nguye lolwasemzini, lo gama le 'Kur'ân ingolwimi olucacileyo lwesiArabhu.

104. Inene! Abo bangakhlowayo kwiiVesi zika-Allâh, uAllâh Akayi kubakhokela yaye futhi okwabo iya kuba sisohlwayo esibuhlungu.

105. Kuphela ngabo bangakholwayo kwiiVesi zika-Allâh abaqamba ubuxoki, yaye ngabo abangamaxoki.

106. Nawuphi na (umntu) oye wangakholwa kuAllâh emva kokukholwa, ngaphandle kwalowo uye wanyanzelwa intliziyo yakhe isanamathele elukholweni, kodwa bona abo bavula iintliziyo zabo (bazivulele ukungakholwa), phezu kwabo yingqumbo ka-Allâh yaye okwabo iya kuba sisohlwayo esikhulu.

107. Oko kungenxa yokuba bathanda, (bekwakhetha) ubomi beli hlabathi kunoBomi oBuzayo. Ke Yena uAllâh Akabakhokeli abantu abangakholwayo.

108. Abo ngabo bantliziyo zabo, nokuva kwabo, nokubona kwabo uAllâh Afake itywina yaye bona bangabangaqiqiyo!

109. Ngokungathandabuzekiyo, kuBomi oBuzayo, baya kuba ngabalahlekelwa.

110. Ke kaloku inene iNkosi yakho kwabo bafudukayo emva kokuba babetshutshisiwe, bazabalaza emva koko, balwa (eNdleleni ka-Allâh), baba nomonde, inene, iNkosi yakho nguMxoleli, uSozinceba.

Icandelo 15

111. ngeMini apho umntu ngamnye aya kuza ezicengela isiqu sakhe, aze umtu ngamnye ahlawulwe ngokupheleleyo ngoko wakwenzayo, yaye abayi kuphathwa ngokungenabulungisa.
112. Kananjalo uAllâh Wenza umzekelo wedolophu (iMakkah) eyayihleli ikhuselekile, yanelisekile (nokwaneliseka): iimbonelelo zayo zisiza ziyindyebo kuyo zivela kuyo yonke indawo, kodwa (abantu bayo) baziphika izibabalo zika-Allâh (ngokungabi nambulelo). Ke kaloku uAllâh Wayenza ukuba ikhe ingcamle indlala kanobom noloyiko ngenxa yoko bakwenzayo (abantu bayo).
113. Ke kaloku inene, kwafika uMThunywa (uMuhammad) kubo, ephuma phakathi kwabo, kodwa bamphika, saza ke isohlwayo sabafumana besengabagabadeli (njalo).
114. Yidlani ke ngoko kwizinto ezivumelekileyo nezilungileyo Anibonelele ngazo uAllâh, nibe nombulelo kananjalo ngobuBele buka-Allâh, ukuba ngaba nguYe eniMnqulayo.
115. Yena Unalele kuphela ukuba nidle into ezifeleyo, igazi, inyama yehagu, nasiphi na isilwanyana esixhelelwe ukuba lidini lomnikelo kwenye into engenguYe uAllâh. Kodwa ke ukuba ubani uye wanyanzeliswa yimeko enganyamezelekiyo, engenziwa yindelelo, engaqhutywa lugabadelo ke kaloku uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
116. Kananjalo musani ukuthetha ngezinto ezitshiwo ngobuxoki ngamalwimi enu nithi: "Oku ku*Halâl*[11], oku ku*Harâm*[12]," nitsho niqamba ubuxoki ngoAllâh. Eneneni abo baqamba ubuxoki ngoAllâh asokuze baphumelele.
117. Lulonwabo lomzuzwana (oludlulayo olu lobu bomi) kanti baza kuba nesohlwayo esibuhlungu.

11 Oku*Halâl* (16:116) kokuvumelekileyo ngokomthetho weIslam.
12 Oku*Harâm* (16:116) kokungavumelekanga ngokomthetho weIslam.

118. Ke kaloku kwabo bangamaYuda, Salela izinto ezinjengezo sele Sizikhankanye kuwe (Muhammad) kwantlandlolo. Kananjalo aSizanga Sibone Thina koko ngabo ngokwabo abazonayo.
119. Ke kaloku inene! INkosi yakho kwabo benza ukungcola bengazi baze baguquke emva koko, benze izenzo ezilungileyo, inene iNkosi yakho emva koko nguMxoleli, uSozinceba.

Icandelo 16

120. Inene uIbrâhîm wayesisizwe esinentobeko kuAllâh, engumHanîfa yaye yena wayengengomnye wabakhonzi bezithixo.
121. Wayenombulelo ngeeNtsikelelo zaKhe (uAllâh) Waza Yena Wamkhetha, Wamkhokelela kwiNdlela ethe Tye.
122. Kananjalo Samnika okulungileyo kweli hlabathi, ukanti kwelizayo usaya kuba ngomnye wabakumalungisa.
123. Thina ke Sithumele isiTyhilelo kuwe (Muhammad): Landela inkolo kaIbrâhîm umHanîfa yaye yena waye ngenguye omnye wabakhonzi bezithixo.
124. ISabatha yayimiselwe kuphela abo babephikisana ngayo, yaye futhi iNkosi yakho Iza kugweba phakathi kwabo ngeMini yoVuko mayela noko babephikisana ngako.
125. Memela eNdleleni yeNkosi yakho ngobulumko nentshumayelo entle, uxoxe nabo ngendlela eyiyeyona ilungileyo. Inene iNkosi yakho Yiyo emaziy ukuba ngubani na olahlekileyo eNdleleni yaYo, ikwayiYo Ebaziyo abakhokelelekileyo.
126. Ke kaloku xa nisohlwaya (utshaba lwenu) lohlwayeni ngokufana nesohlwayo enanohlwaywe ngaso (nani lulo). Kodwa ukuba (nikhetha ukunyamezela) nibe nomonde, inene, kokona kulungileyo oko kuni (ukuba nibe) ngabanomonde.
127. Nyamezela ke wena (Muhammad) ngomonde, ukunyamezela kwakho akuveli kubani ngaphandle kwakuAllâh. Kananjalo

ungazikhathazi ngabo (abanquli zithixo), unganxunguphaliswa nangoko bakuqulunqayo.

128. Inene, uAllâh Unabo baMoyikayo, (baMhlonele) nabo bangabenzi bokulungileyo.

Isiqendu
15

ISahluko 17
AL-ISRÂ' (UHAMBO NGOBUSUKU)17

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Makazukiswe loWo Wathabatha isiCakasaKhe (uMuhammad) Esithabathela uhambo ngobusuku ukusuka eMasjid-al- *Harâm*[1] ukuya eMasjid-*al-A'ksâ*[2] leyo ummandla wayo Sawungcwalisayo khon'ukuze Simbonise (uMuhammad) imiqondiso yeThu. Inene Yena (uAllâh) nguSokuva, uSokubona.
2. Kananjalo Thina Sanika uMûsâ isiBhalo, Sasenza ukuba sibe sisiKhokelo kuBantwana bakwaSirayeli. (Sathi kubo), "Ningathabathi bani ngaphandle kwaM abe ngumkhuseli (wenu)."
3. "Hini na nzala ndini yabo sabakhwelisa enqanaweni noNûh (uNowa)! Inene, yena (uNûh) wayesisicaka esinombulelo."
4. Kananjalo Samisela kuBantwana bakwaSrayeli esiBhalweni (sabo, Sathi), "Inene nina niya kwenza ubutshinga emhlabeni kube kabini, yaye niya kuba ngabacinezeli, nikhukhumale gqitha!
5. Kwathi ke ukufika kwesithembiso sokuqala kwezo zibini, Sathumela ngokuchasene nani izicaka zeThu ezazingabalwi beemfazwe ezinzima. Zangena zaya kuma entla emizini yenu. Eso ke yayisisithembiso esazaliseka ngokupheleleyo.
6. Saza Saninika ukuba nibuye ninoloyiso ngokuchasene nazo. Saphinda Saninceda ngobutyebi nabantwana, Sanenza naba ngabantu abaninzi.

1 IMasjid-al-*Harâm* (17:1) yimasjid eNgcwele iKa'bha eseMakkah.
2 IMasjid-al-A'ksâ (17:1) yimasjid eNgcwele eseYerusalem.

7. (Sathi kuni), "Ukuba nenza okulungileyo, niya kuba niyazenzela kanti ukuba nenza okungcolileyo, nikwenzela iziqu zenu. Ke kaloku sisakufika esesibini isithembiso, (Savumela) iintshaba zenu ukuba zihlazise ubuso benu nokuba zingene emasjid (eYerusalem) njengoko zazingenile ngaphambili, kwanokuba zitshabalalise nya yonke into ewele ezandleni zazo.
8. (Ke kaloku uAllâh wathi, "Kulindelekile ukuba niguquke ukuba niye naguquka ke), iNkosi yenu Isengaba nenceba kuni, kodwa ukuba niphindile (Naqhubeka nokona) NaThi oku kweThu Siya kuphinda Sibuyele kwakhona (ekunohlwayeni). Ukanti Senze isiHogo ukuba sibe yintolongo yabangakholwayo.
9. Inene, le 'Kur'ân ikhokelela kokulungileyo, yaye inika iindaba ezivuyisayo kwabakholwayo, benze izenzo ezilungileyo. Bona baya kuba nomvuzo omkhulu.
10. Ke bona abo bangakholwayo kuBomi oBuzayo, Sibalungiselele isohlwayo esibuhlungu.

Icandelo 2

11. Kananjalo umntu uye athandazele okungcolileyo (kuAllâh) njengoko edla ngokuthandazela okulungileyo yaye umntu unamangxamo.
12. Thina Sibeke ubusuku nemini ukuba zibe ziimpawu ezimbini, Silwenze lwaba mnyama uphawu lobusuku lo gama Senze uphawu lwemini lwaba kukukhanya, khon'ukuze nikwazi ukufuna iziBele eNkosini yenu, kwanokuba nikwazi ukubala inani leminyaka nokuba nomqaphela (wezinto). Ke kaloku Sinichazele yonke into ngengcaciso egcweleyo.
13. Kananjalo Sibophelele izenzo zomntu ngamnye entanyeni yakhe, yaye ngoMhla woVuko, Siza kumvezela iNcwadi aza kuyifumana ivuliwe.

14. (Kuya kuthiwa kuye), "Funda iNcwadi yakho. Wena uwedwa nje wanele ukuba ube ngumgwebi ngokuchasene nesiqu sakho namhlanje."
15. Nabani na lowo uhamba ngokulungileyo, uhamba ngokulungileyo esenzela ukunceda isiqu sakhe. Ukanti lowo uphambukayo, uphambukela ilahleko yakhe. Akukho bani unokuthi ethweliswe umthwalo athwale umthwalo womnye. Yaye Asizanga Sohlwaye (luntu) Singakhanga Sithumele Mthunywa (kuqala ukuba aze kulumkisa).
16. Kananjalo xa Sigqibe ekubeni Siyitshabalalise idolophu, (Siqala) Sithumele umyalelo ocacileyo (wokuthotyelwa kuka-Allâh) kwabo Sibaphe izinto ezilungileyo zobu bomi kodwa bona bagabadele; khon'ukuze ilizwi lingqineleke ngokuchasene nabo: Size Sibatshabalalise ke baphele nya.
17. Zingaphi izizukulwana eSazitshabalalisayo emva koNûh (uNowa)! Yaye iNkosi yakho Yanele Iyodwa ukuba Ibe nguSolwazi, uSokubona wezono zezicaka zaYo.
18. Nabani na lowo unqwenela okudlula ngephanyazo[3] Simnika lula eSithande ukumnika kona lowo Sithe Sathanda ukumnika. Emveni koko Simbekele isiHogo; uya kutsha apho ehlazekile, achaswe nokuchaswa.
19. Nabani na ke lowo unqwenela uBomi beLizayo, aze abuzabalazele, ngemizamo eyimfuneko, abe elikholwa, abo ke ngabona ukuzabalaza kwabo kuya kubulelwa, (bavuzwe nguAllâh).
20. Kuye ngamnye kwaba, ndawonye nabo Sibaphe iziBele zeNkosi yakho. IziBele zeNkosi yakho azingekhe zibe sisalelo.

3 Okudlula ngephanyazo (17:18) bubomi nezinto zeli hlabathi ezinjengobutyebi, ubunewunewu, ama-*boyfriend* nama-*girlfriend* utywala, iingcuba, iziyobisi, ukungcakaza nezinye iziyolo ezithandawa ngabantu kodwa zichasene nentando ka-Allâh.

21. Khawubone indlela eSikhetha omnye kunomnye (kweli hlabathi) ukanti inene uBomi beLizayo buya kuba bukhulu ngokomgangatho, bube bukhulu nangokukhethwa.
22. Uze ungayamanisi thixo kuAllâh, kungenjalo uya kuhlaliswa phantsi, ungcikivwe, ushiywe (eMlilweni wesiHogo).

Icandelo 3

23. Kananjalo iNkosi yakho Imisele okokuba wena unganquli nto ngaphandle kwaYo. Kwanokuba unonophele abazali bakho, ukuba omnye kubo okanye bobabini bathe bafumana ukwaluphala wena usaphila, ungathethi igama lendelelo (kubo), ungabangxolis kok theth nab ngendlela enentlonipho.
24. Uze uthobe iphiko lokuzinikela nentobeko ngenceba kubo, uthi, "Nkosi yam! Benzele iNceba yaKho njengoko bandikhulisa ndisemncinane."
25. INkosi yenu Iyakwazi okungaphakathi ezintliziyweni zenu. Ukuba ningamalungisa, inene Yona Ihlala Inenceba kwabo babuyela kuYo rhoqo ngentobeko nangenguquko.
26. Nika isizalwana (sakho) okuziimfanelo zaso, nakumahlwempu nongumhambi, kodwa ungachithi (ubutyebi bakho) ngokudyakraza.
27. Inene, abadyakrazi ngabazalwana bamashayâtîn (ooSathana) yaye uShaytân uhlala engenambulelo eNkosini yakhe.
28. Ke wena (Muhammad) xa ubafulathela (abazizizalwana zakho, amahlwempu nabahambi eSikuyalele ukuba ubanike iimfanelo zabo, kodwa ube ungenayo imali ngexesha bekucela yona wena) ube wena ulindele inceba evela eNkosini yakho onethemba layo wena, thetha ke kubo ilizwi elinobulali[4].
29. Ke kaloku isandla sakho masingabopheki entanyeni yakho (sibe ngathi sesegqolo), singoluleki kananjalo sibe side,

4 Ilizwi elinobulali (17:28) lilizwi elilungileyo elingekho rhabaxa elinjengokuba uthi kubo: "UAllâh Uza kundipha ndize ndininike.

sitsaleke side siphele (njengesomdyakrazi), ukuze ube ngogxekwayo uhlwempuzeke kanobom.

30. Inene iNkosi yakho Yandisa imbonelelo yalowo Ithande ukumandisela, Incitshe (lowo Ithande ukumncitsha). Inene Yona nguSolwazi, uSokubona.

Icandelo 4

31. Ningababulali abantwana benu ngenxa yokoyika ubuhlwempu. Thina Siza kubabonelela ndawonye nani. Inene ukubabulala kusisono esikhulu.
32. Kananjalo ningasondeli ekwabelaneni ngesondo okungekho mthethweni [ngokwenkolo yeIslam (ningakrexezi, ningajoli, ningathandani)] kuba inene kona kusisono nendlela engcolileyo (ekhokelela esiHogweni).
33. Nize ningabulali nabani na okubulawa kwakhe uAllâh Akwaleleyo, ngaphandle kwesizathu esisebulungiseni. Ke kaloku nabani na obulewe ngendlela engekho mthethweni, Thina Sinike indlalifa yakhe igunya (lokuba inkqange umthetho wokulingana ngesohlwayo okanye ixolele, ithabathe idiyah[5]). Kodwa ke (indlalifa leyo) mayingatsibi imida ebekiweyo kumbandela wokuthabatha ubomi. Ngokwenene yona incedisiwe (ngumthetho weIslam).
34. Ningasondeli ezimpahleni zenkedama ngapahandle kokuba nifuna ukuziphucula, de ikhule yomelele ngokupheleleyo. Zalisekisani yonke iminqophiso, Inene iminqophiso niza kubuzwa ngayo.
35. Kananjalo nikani umlinganiselo opheleleyo xa nimeta, nimete ngesikali esichanekileyo. Oko kokulungileyo kukwangcono ekugqibeleni.

5 IDiyah (17:33) yimali yegazi ehlawulwa ngumntu obulele omnye kwisizwe samaMuslim ayinike abantu bakowabo kwalowo ambuleleyo.

36. Kananjalo ningazisukeli (izinto) eningenalwazi ngazo (kuba) inene ukuva (ngeendlebe), nokubona (ngamehlo), nentliziyo yomntu ngamnye kubo abo (benza oko) ziza kubuzwa (nguAllâh).
37. Kananjalo uze ungahambi emhlabeni ngekratshi nangenkukhumalo. (ngokuba) awusokuze uwucande (phakathi), ungekhe uwugqobhoze, ungasokuze futhi ube nokuphakama okulingana nokweentaba.
38. Konke oko kubi, kuchasekile eNkosini yakho.
39. Ke kaloku oko kuyinxalenye yobulumko obutyhilwe yiNkosi yakho kuwe (Muhammad) uze ungayamanisi thixo wumbi kuAllâh kuba hleze uphoswe esihogweni, ugxekwe, ulahlwe (nguAllâh).
40. Ingaba iNkosi yenu (nina bahedeni baseMakkah) Ikhethe ukunika nina oonyana Yaza Yona Yathabatha iintombi kwiingelosi? Inene! Nina nithetha intetho elisikizi kakhulu.

Icandelo 5

41. Sele Sisicacisile (isithembiso nesilumkiso seThu) kule 'Kur'ân sokokuba (abangakholwayo) bathabathe ingqalelo, kodwa oko akukho nto kuyandisayo kubo ngaphandle kwenkcaso (yomyalezo weThu).
42. Yithi (Muhammad kubo), "Ukuba ngaba bebekhona abanye oothixo abakunye naYe njengoko besitsho, Inene bebeza kukhangela indlela eya kwiNkosi yeTrone (bafune ukwenza intando Yayo bazisondeze nokuzisondeza kuYo).
43. Uzuko malube kuYe, Uphakamile Yena koko bakutshoyo (ngaYe) Ungentla kakhulu, (lee).
44. Amazulu osixhenxe nomhlaba nako konke okulapho, kuyaMzukisa Yena, yaye akukho nanye into engaMzukisiyo ngendumiso yaKhe, koko nina anikuqondi ukuMzukisa kwazo. Inene Yena nguMnyamezeli, nguMxoleli.

45. Kananjalo wena (Muhammad) xa ucengceleza i'Kur'ân Sibeka umkhusane ongabonakaliyo phakathi kwakho nabo bangakholwayo kuBomi oBubuzayo (ukuze bangayiva).
46. Kananjalo Sifaka izigqubuthelo ezintliziyweni zabokubahleze bayive (i'Kur'ân) nasezindlebeni zabo (Sifaka) ubuthulu. Naxa wena ukhankanya iNkosi yakho Yodwa kwi'Kur'ân (usithi, 'Akukho thixo wumbi ngaphandle koAllâh') bajika bakuzele ngomva babaleke ngenkcaso enkulu.
47. Sikwazi kakuhle okona bakuphulaphulayo xa bephulaphule wena (uthetha), naxa besenza amabhunga abo emfihlakalweni, ke kaloku abagabadeli bathi, "Inene nina anilandeli nto ngaphandle kwendoda ethakathiweyo[6]."
48. Uyayibona na imizekelo abayenzayo ngawe? Balahlekile, yaye asokuze bayifumane iNdlela.
49. Kananjalo bathi, "Xa siya kube singamathambo nezicwibi (sifile), siza (kuphinda) sivuswe nyani sibe yindalo entsha?"
50. Yithi wena, "Yibani ngamatye okanye iintsimbi (kaloku).
51. Okanye (nibe) yiyo nantoni na edaliweyo (eqine ngakumbi) ezintliziyweni (ngokweengcinga) zenu," Baza kuphinda bathi kwakhona, "Ngubani oza kuphinda asibuyisele (ebomini)?" Yithi, "NguYe Owanidalayo ekuqaleni!" Emva koko baza kuhlunguzela iintloko zabo kuwe bathi, "Iza kuba nini loo nto?" Yithi wena, "Mhlawumbi seyikufuphi!"
52. Ngaloo Mini xa Eya kuba Enibiza nize nina nisabele ngendumiso yaKhe nangentobeko, ke kaloku niya kucinga okokuba nihleli ithutyana elincinane (kweli hlabathi)!

6 Oku (17:47) kwakuye kuthethwe ngabahedeni baseMakkah ababengabakhonzi bezithixo. Aba bahedeni babembiza ngamagama–ngamagama uMprofeti ka-Allâh, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, ngenxa yenzondo ababenayo ngakuye babemnyelisa ngokuthi uyaphambana, uphethwe ngamadimoni. Maxa wambi babesithi yimbongi eqambe i'Kur'ân ngokwayo. Emva kweminyaka engako ukuba mininzi ne'Kur'ân icace gca ukuba ivela kuAllâh , kusekho abantu abathetha la mampunge ayethethwa ngaba bahedeni baseMakkah.

Icandelo 6

53. Yithi kwizicaka zaM mazithethe awona mazwi alungileyo (ngokuba) uShaytân inene, uhlwayele imeko yempixano nokungavumelani phakathi kwabo. Inene, uShaytân emntwini ulutshaba olucacileyo.
54. INkosi yenu Inazi kakuhle; ukuba Ithandile Iya kuba nenceba kuni, okanye ukuba Ithandile, Inohlwaye. Yaye aSikuthumelanga ukuba ube ngumlondolozi wabo wena (Muhammad).
55. Kananjalo iNkosi yakho Ibazi ngcono bonke abasezulwini nasemhlabeni. Yaye inene, Siye Sakhetha abanye abaProfeti kunabanye. UDâwûd Samnika i*Zabûr* (iNcwadi yendumiso kaDavide).
56. Yithi (Muhammad), "Bizani kaloku kwabo bangaphandle kwaKhe enibenza ngathi (ngoothixo). Bona abanawo amandla okususa ububi kuni bengekhe babushenxise nokubushenxisa kuni babuse komnye umntu.
57. Abo babiza kubo, kwabona buqu bakhangela indlela yokufikelela eNkosini yabo (uAllâh). (Bekhengela ukuba) ngabaphi abona bakufutshane (kumandla aKhe), benqwenela inceba yakhe, besoyika isohlwayo saKhe. Inene isohlwayo seNkosi yakho siyoyikeka.
58. Kananjalo akukho dolophu eSingayi kuyitshabalalisa phambi kweMini yoVuko, okanye Siyohlwaye ngesohlwayo esibuhlungu. Oko kubhaliwe eNcwadini.
59. Kwaye akukho nto iSithintelayo ukuba Singathumeli umqondiso kodwa abantu bamandulo bayiphikisa (imiqondiso leyo). Sathumela imazi yenkamela kwaThamûd ukuba ibe ngumqondiso ocacileyo (kubo), kodwa bayenza ububi. Kananjalo aSizanga Sithumele mqondiso Singawuthumeleli ukubalumkisa nokubenza boyike (intshabalalo).

60. Yabona! Sakuxelela (okokuba), “Inene iNkosi yakho Ibarhangqele abantu.” Kananjalo aSiwenzelanga nto yimbi umbono (wohambo lwakho ngobusuku oluya emazulwini) koko (Siwenzele ukuba) ube luvavanyo loluntu, nomthi we*Za'kkûn*, okhankanywe) kwi'Kur'ân. Siyabalumkisa Siboyikise kodwa akukho nto kubongezelela yona (oko) ngaphandle kobuhedeni, ingcinezelo nokungathobeli uAllâh.

Icandelo 7

61. Yabona! Sathi kwiingelosi, “Qubudani kuAdam.” Zaqubuda (zonke) ngaphandle koIblîs (uSathana). Wathi, “Mna ndiqubude komnye Omdale ngodongwe?”
62. UIbîs wathi, “Uyambona lo mntu Umenze wahlonipheka ngaphezulu kunam, ukuba ungandirhoxisela [(isohlwayo) Unganditshabalalisi] kude kube yiMini yoVuko, ndiya kuyihlasela, ndiyilahlekise ngokwenene inzala yakhe yonke ngaphandle kwabambalwa (kubo)!”
63. UAllâh Wathi, “Hamba ke, nabani na kubo othe walandela wena, inene isiHogo siya kuba yimbuyekezo yenu (nonke) (siya kuba) yimbuyekezo eyaneleyo.
64. (Uya kumana) ubabhanxa ngokubabhanxa ke abo unako (ukubabhanxa) ngezwi lakho phakathi kwabo, ubahlasele ngomkhosi wakho ohamba ngamahashe nohamba ngeenyawo. Wabelane nabo ngobutyebi nangabantwana. Wenze izithembiso kubo.” Kodwa uShaytân akukho nto athembisa yona ngaphandle kwenkohliso.”
65. Inene ezaM izicaka akuyi kuba namandla phezu kwazo yaye iNkosi Yakho yanele Iyodwa ukuba ibe nguMkhuseli (kuzo).
66. INkosi yenu yiYo Eniqhubela iinqanawa zenu elwandle, khon'ukuze nifune iziBele zaYo. Inene Yona Isoloko Inenceba kuni

67. Kananjalo xa ingozi inichukumisa elwandle, abo nibiza kubo ngaphandle kwaKhe bayanyamalala kuni kushiyeke Yena (uAllâh Yedwa) kodwa Athi Esakunibuyisela ngaphandle elwandle, niMfulathele Yena. Umntu uhlala engenambulelo.
68. Ingaba niziva nikhuselekile na kwinto yokuba (uAllâh) Akanakuze Enze icala lomhlaba ukuba liniginye (nonke) kungenjalo Athumele isaqhwithe esiqhumisa uthuli lwentlabathi ngokuchasene nani? Ke kaloku aniyi kufumana mncedi (wokunikhusela esohlwayweni).
69. Okanye niziva nikhuselekile kwinto yokuba Akangekhe Aniphindisele elwandle okwesibini, Aze Athumele inkanyamba yomoya Anitshonise ngenxa yokungakholwa kwenu? Kananjalo aniyi kufumana mphindezeli apho ngokuchasene naThi.
70. Ke kaloku inene Thina Siye Sabaxabisa abantwana baka-Adam, Sabathwala emhlabeni naselwandle, kananjalo Sababonelela nangezinto ezilungileyo, Sakhetha bona kunezinto ezininzi eSazidalayo ngoBabalo oluphawulekayo.

Icandelo 8

71. NgeMini apho Siya kubizela abantu bonke kunye neeImâm zabo. Lowo uya kunikwa incwadi yakhe esandleni sakhe sokunene, abanjalo baya kuyifunda incwadi yabo yaye abayi kuphathwa nangencinane intswela bulungisa.
72. Nabani na oyimfama kweli hlabathi, uya kuba yimfama nakuBomi Obuzayo, elahleke ngakumbi endleleni.
73. Inene bebesele beza kukuhenda bakukhuphe koko Sikutyhile kuwe (Muhammad) baqambe enye into engasiyiyo (i'Kur'ân) ngokuchasene naThi, yaye ngokuqinisekileyo bebeza kukuthatha ukuba ube ngumhlobo wabo osenyongweni!
74. Kananjalo ukuba beSingakwenzanga womelela wena, ubuya kuphantse utyekele ngakubo kancinane.

75. Ukuba bekunokuba njalo ke beSiza kukwenza ungcamle (isohlwayo) ngokuphindwe kabini kobu bomi (nesohlwayo) esiphindwe kabini kuBomi basemva kokufa yaye ubungazi kufumana namnye oza kukunceda ngokuchasene naThi.
76. Kananjalo bebesele beza kukoyikisa kangangokuba bade bakugxothe umke ezweni. Kodwa ke (nabo) bebengazi kuhlala apho kulo emveni kwakho, ngaphandle nje kwethutyana elincinane.
77. (Esi) sisithethe seThu kubaThunywa eSabathuma ngaphambili kunawe, yaye akuyi kufumana kuguquka esithetheni seThu.

Icandelo 9

78. Yenza i*Salâh* emini emaqanda, kude kurhatyele ubusuku, ucengceleze i'Kur'ân kwasekuseni ngoms'obomvu. Inene ucengcelezo lwe'Kur'ân ekuseni lusoloko lumameleka.
79. Kanti naphakathi kwezinye iziqendu zobusuku yenza itahajud ibe ngumthandazo wesongezelelo wakho (wena Muhammad). Kunokwenzeka ukuba iNkosi yakho Ikunyusele kumgangatho wokuzukiswa[7].
80. Ke kaloku yithi (Muhammad), "Nkosi yam yenza ukungena kwam (esixekweni) kube (yinto) elungileyo nokuphuma kwam (kuso) kube (yinto) elungileyo. Undiphe igunya elivela kuWe lokuncedwa (nguWe)."
81. Yithi kananjalo, "Inyaniso ifikile, ubuxoki butshabalele. Inene ubuxoki buya kuhlala (buyinto) etshabalalayo."
82. Thina Sithumele kule 'Kur'ân okuphilisayo nenceba kwabo bakholwayo (kuyo), ukanti ayongezi nto kubenzi bobubi ngaphandle kwelahleko.

7 Umgangatho wokuzukiswa (17:79) libakala lentlonipheko ekuza kuwongwa ngalo uMthunywa ka-Allâh uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, nguAllâh ukuba athethelele abantu ngoMhla woVuko

83. Kananjalo Sithi Sisakuthulula uBabalo lweThu emntwini (ongakholwayo), asuke atshikile, abe nenkukhumalo, (kodwa) esakuchukunyiswa bububi (aqale) athi khulubembe (aphelelwe lithemba).
84. ithi (Muhammad), "Umntu ngamnye wenza ngokokubona kwakhe kodwa iNkosi yenu Imazi kakuhle okhokelelekileyo eNdleleni (ethe Tye)."

Icandelo 10

85. Kananjalo bayakubuza ngomphefumlo yithi, "Umphefumlo ngumcimbi (onxulumene) neNkosi yam. Ke nina (bantu) anilunikwanga ulwazi ngaphandle koluncinane."
86. Kanti ukuba beSithanda beSingasuka Sikuyeke oko Sikutyhile kuwe, ke wena ubungazi kufumana mmeli mayela noko ngokuchasene naThi.
87. Kuphela nje [Siye Sakuyeka kwakuwe] njengenceba evela eNkosini yakho, Inene ububele baYo kuwe buhlala bubuninzi.
88. Yithi, "Ukuba abantu nee*jinn* bebenokuhlangana kunye ukuvelisa i'Kur'ân efana nale, bebengenakuyivelisa, efana nayo, enokuba bebenokuncedisana na."
89. Kananjalo Siye Sacacisa eluntwini, kule 'Kur'ân zonke iintlobo zemizekeliso, kodwa uninzi lwabantu luyalile ngaphandle (kokwamkela) ukungakholwa.
90. Yaye bathi, "Asiyi kukholwa kuwe wena ngaphandle kokuba wenze kutsawule umthombo emhlabeni.
91. Kungenjalo wena ube nomyezo weedatilisi, wenze imilambo itsawule phakathi kuyo apho.
92. Okanye wenze isibhakabhaka siwe phezu kwethu singamaqhekeza njengoko usitsho okanye uze noAllâh neengelosi phambi kwethu.
93. Okanye ube nomzi (owenziwe) ngezihombiso (igolide nesilivere) okanye unyuke uye esibhakabhakeni, kanti nangoko

asiyi kukholelwa kunyuko lwakho ude usihlele neNcwadi esiza kuyifunda." Yithi, "Uzuko malube seNkosini yam (uAllâh), ingaba ndiyinto yimbi na mna ngaphandle kokuba ngumntu, othunyelwe njengoMthunywa (kuni)?"

Icandelo 11

94. Kananjalo akukho nto eyathintela abantu ekukholweni kwakufika isiKhokelo kubo, ngaphandle kokuba bathi, "Ingaba uAllâh Uthumele umtu ukuba abe nguMthunywa (kusini na")?
95. Yithi, "Ukuba emhlabeni apha bekukho iingelosi ezihamba-hambayo ngoxolo nokhuseleko, (nakuzo) beSiza kuthumela ingelosi ize kubo ivela ezulwini ibe nguMthunywa."
96. Yithi, "Wanele uAllâh Eyedwa ukuba abe liNgqina phakathi kwam nani, inene Yena Uhlala EnguSolwazi, uSokubona wezicaka zaKhe."
97. Ke kaloku lowo ukhokelwe nguAllâh lowo ungokhokelelekileyo, ke lowo Amyekele ekulahlekeni abanjalo akuyi kubafumanela bakhuseli ngaphandle kwaKhe, Yaye Siya kubaqokelela ndawonye ngomhla woVuko (bawe) ngobuso beziimfama, bezizimumu nezithulu. Ikhaya labo iya kuba sisiHogo, maxa onke sisiya siyekelela[8] (ukutshisa) Siya kubongezela isivuthisi soMlilo odwanguzayo.
98. Leyo iya kuba yimbuyekezo yabo kuba bala ukukholwa kwiVesi zeThu, bathi, "Sisakuba sifile sele singamathambo nezicwibi ezicolekileyo, siza kuvuswa ngokwenene sibe kwindalo entsha na?"
99. Ingaba ababoni na ukuba uAllâh, Owadala amazulu nomhlaba, Uyakwazi ukudala abakwanjengabo? Yaye Ubabekele ixesha

8 Oku (17:97) kuthetha ukuthi isivuthisi sesiHogo ngabantu abatshayo phakathi kwaso ngamanye amazwi iinkuni zesiHogo ngabantu abavuthayo phakathi kuso. Okona kumana kufakwa abantu kokona siya sivutha ngamandla.

ekungekho ntandabuzo ngalo. Kodwa abenzi bobubi abamkeli nto ngaphandle kokungakholwa.

100. Yithi, "Ukuba nina beninokuba noovimba beNkosi yam, beniya kubankonya ngenxa yokoyika ukunikela ngabo." Yaye umntu wahlala eligogotya.

101. Ukanti Sanika uMûsâ ubungqina bemiqondiso elithoba. Ke kaloku buza abaNtwana bakwaSirayeli (ngokumayela nokuba) wathi akufika kubo, wathi uFir'awn kuye, "Inene mna ndicinga ukuba wena Mûsâ uchatshazelwe bubuthi."

102. (UMûsâ) wathi, "Sele usazi okokuba akukho bani (ungomnye) othumele le (miqondiso) ngaphandle kweNkosi yamazulu nomhlaba ukuba zibe ngumqondiso ocacileyo, yaye inene ndicinga ukuba wena Fir'awn, uyatshabalala."

103. Ngoko ke waye wagqiba ekubeni abagxothe ezweni, lakubo (eYiputa) kodwa Samrhaxisa ndawonye nabo bonke ababekwicala lakhe.

104. Sathi emva kwakhe (uFir'awn) kuBantwana bakwaSirayeli: "Hlalani elizweni, kodwa ke kusakufika isithembiso soBomi oBuzayo, Siya kunibuyisa ngendibano enye (jwi)."

105. Yaye ngenyaniso Siyithumele (i'Kur'ân) ukanti ngenyaniso Siyithobile kananjalo, aSikuthumelanga (nto yimbi) wena ngaphandle kokuba ube ngumvakalisi weendaba ezilungileyo noMlumkisi.

106. Kananjalo (le) yi'Kur'ân eSiyahlulahlulileyo khona ukuze uyicengceleze ebantwini kancinci-kancinci, Kananjalo siyithumele phantsi amathuba ngamthuba.

107. Yithi, "Kholwani ke kuyo okanye ningakholwa, inene abo babenikwe ulwazi ngaphambili kunayo, xa icengcelezwa kubo, bawa ngobuso babo baqubude".

108. Ke kaloku bathi, "Iphakamile iNkosi yethu inene, isithembiso seNkosi yethu sizalisekile."

109. Baze bawe ngobuso belila, kwaye yona (i'Kur'ân) ibongezelela intobeko.

110. Yithi, “Mbizeni ngoAllâh okanye nimbize ngo-ar-Rahmân (uSolubabalo). Naliphi na (igama) eniMbiza ngalo Yena ngawaKhe (onke) amagama angawona alungileyo.” Ke kaloku ungacengcelezi ngokukhwaza kakhulu emthandazweni wakho okanye uthethele phantsi kakhulu, koko funa indlela ephakathi kwezo (zimbini).

111. Yithi kwakhona, “Makadunyiswe uAllâh, Ongazanga Wathabatha nyana Engazanga Waba nahlulelane ebukumkanini baKhe, Engenaye namkhuseli wokuMkhusela ebuthathakeni, Mphakamiseni niMenze Mkhulu Yena.

ISahluko 18
AL-KAHF (UMQOLOMBA) 18

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ukudunyiswa kokuka-Allâh loWo Uthumele iNcwadi (i'Kur'ân kwisiCaka saKhe (uMuhammad) Waza kuyo apho Akenza bugosogoso.
2. Uyenze yathi Tye ukwenzela ukulumkisa ngesohlwayo esibuhlungu, esivela kuYe, Nokunika iindaba zovuyo kumakholwa enza izenzo ezilungileyo zokuba okwabo ngumvuzo omhle (iPaladesi).
3. Baze bahlale apho (ePaladesi) ngonaphakade.
4. Alumkise nabo bathi, "UAllâh Uthabathe (uzele) unyana."
5. Abanalwazi lwayo (loo nto) bengenalwazi lwayo nooyise babo. Imbi kakhulu intetho ephuma emilonyeni yabo. Abathethi nto yimbi ngaphandle kobuxoki.
6. Kunokwenzeka wena (Muhammad) ukuba uzixhamle ngokukhathazeka umphefumlo wakho ngenxa yokungakholwa kwabo kulo myalezo (i'Kur'ân), udandatheke umphefumlo.
7. Inene Senze okusehlabathini ukuba kube sisihombiso sawo khon'ukuze Sibavavanye (Sibone) ukuba ngubani na kubo ongoyena ulungileyo ngezenzo.
8. Yaye inene, Siya kwenza oko kuphezu kwalo kube ngumhlaba oludlolo (ongahlumi nto).
9. Ucinga ukuba abantu baseMqolombeni noMbhalo (weendaba okanye wamagama abantu baseMqolombeni) yayingumnqa kwimiqondiso yeThu?
10. Xa amadodana aya kuzifihla eMqolombeni athi, "Nkosi yethu Senzele inceba evela kuWe, Usilungiselele imeko yethu ngendlela elungileyo."

11. Ngoko ke Sabathi wambu (ngesigqubuthelo sobuthongo) ezindlebeni zabo eMqolombeni apho iminyaka eliqela.
12. Saza Sabavusa khon'ukuze Sibonise okokuba liliphi na kula maqela mabini eliza kubala ngokuchanekileyo ixesha abalihlalileyo apho (eMqolombeni).

Icandelo 2

13. Thina Sibalisela wena (Muhammad) ibali labo ngenyaniso. Inene, bona yayingamadodana ayekholelwa eNkosini yawo yaye Sabongezelela isiKhokelo.
14. Ke kaloku Sabomeleza iintliziyo zabo zomelela. Ekuvukeni kwabo bathi, "INkosi yethu (uAllâh) yiNkosi yamazulu nomhlaba. Asisokuze sicele komnye uthixo ngaphandle kwaKhe. (Xa sinokwenza loo nto) siya kuba ngoko sithethe ilizwi elibi kakhulu lokungakholwa.
15. "Aba bantu bakuthi bazithabathele Thixo bambi ngaphandle kwaKhe (uAllâh) Kutheni kaloku bengabaziseli igunya elicacileyo nje! Ngubani owenza ubugwenxa ukugqitha kulowo uqamba ubuxoki ngokuchasene noAllâh?
16. (Wathi omnye komnye kumadodana lawo ayeseMqolombeni), "Nisakuba nizikhwebule kubo nakoko bakunqulayo ngaphandle koAllâh, balekelani eMqolombeni. INkosi yenu iya kunandisela inceba yaYo, Ithi kananjalo Inilungiselele uncedo kule meko."
17. Ke kaloku (ukuba wawukhona, ubukele), wawungabona xa ilanga liphuma emqolombeni wabo ngasekunene, lize litshone, ligqitha kubo ngasekhohlo, lo gama bona babelele kwindawo ephangaleleyo. Lowo ngomnye wemiqondiso ka-Allâh. Lowo ukhokelwe nguAllâh ukhokeleke ngokulungileyo. Kodwa lowo amyekele ekulahlekeni, lowo akuyi kumfumanela mkhokeli wokumkhokelela (eNdleleni ethe Tye).

Icandelo 3

18. Wawungacinga ukuba bahleli lo gama babelele. Ke kaloku Sasibaguquguqula (balale) ngamacala abo okunene nawokhohlo, inja yabo yona yayolule imikhono yayo yangaphambili yomibini ekungeneni (koMqolomba). Ukuba wawunokuthi ubajonge inene wawungajika ubaleke yaye inene wawunokuboyika.
19. Kwangaloo ndlela Sabavusa khon'ukuze babuzane. Omnye osisithethi kubo wathi, "Lingakanani na ithuba nihleli (apha)?" Bathi bona, "Sihleli (mhlawumbi) imini okanye inxalenye yemini." Bathi, "INkosi yakho yiYo Eyazi ngcono ukuba lingakanani na ithuba silapha. Ngoko ke thumelani omnye wenu aye esixekweni nemali eyingqekembe akhangele kananjalo okokuba kukuphi na okona kutya kulungileyo8 anokuniphathela kona, alumke kananjalo. Niqiniseke ke ukuba akukho mntu uniqaphelayo.
20. Kuba ukuba bathe banazi, baya kunixuluba ngamatye (nife) kungenjalo banibuyisele enkolweni yabo; kuze kusakuba kunjalo ningabi nampumelelo."
21. Ngolo hlobo Sabenza ukuba imeko yabo yaziwe khona ukuze (abo babafumanayo) bazi ukuba isithembiso sika-Allâh siyinyaniso neso seYure akukho ntandabuzo [ngaso (oko kwaba)] ngethuba babephikisana ngemeko yabo baza bathi, "Yakhani isakhiwo phezu kwabo iNkosi yabo Yiyona Yaziyo ngabo. "Bathi bona abo baba nempumelelo kumbandela, 'Inene thina siya kuzakhela imasjid yethu phezu kwabo.
22. Bona (abantu) baza kuthi babebathathu, iyinja yabo eyesine kubo; kananjalo abantu baza kuthi babebahlanu, iyinja yabo eyesithandathu beqikelela ngokungabonwayo; ukanti baza kuthi babesixhenxe, eyesibhozo kubo iyinja yabo. Yithi wena (Muhammad); INkosi yam yiyo Eyazi ngcono ngenani labo. Akukho bani ulaziyo ngaphandle kwabambalwa. Ngoko ke

musa ukuphikisana nabo ngaphandle kokuba kukuphikisana ngento ecacileyo kananjalo ungabuzi nakomnye ngabo kwabo (baqashiselayo).

Icandelo 4

23. Kananjalo ungaze nangantoni na uthi, “Inene ndiya kwenza okuya ngomso.”
24. Ngaphandle (kokongeza uthi) ukuba uAllâh Uthandile.” Ukhumbule iNkosi yakho xa ulibele (ukutsho) uthi, “Mhlawumbi iNkosi yam Iya kundikhokelela koko kusondeleyo kunoku (kube) kwiNdlela elungileyo.”
25. Ke kaloku bahlala emqolombeni wabo iminyaka engamakhulu amathathu athe kratya ngelithoba.
26. Yithi, “UAllâh nguYena Waziyo ukuba lingakanani na ithuba abalihlalayo. Yena Unolwazi lokungabonwayo lwamazulu nomhlaba. Unjani ukubona! Enjani khona ukuva! Abanamkhuseli ngaphandle kwaKhe yaye Yena Akabelani naye nabani na ngamagunya aKhe.
27. Cengceleza ke wena oko kutyhilwe kuwe kuvela eNcwadini yeNkosi yakho. Akuyi kubakho bani ungawajika amazwi aKhe ungasokuze ufumane lukhuseleko nakubani na ongenguYe ngaphandle kwaKhe.
28. Ke kaloku wena zigcine unomonde ube kunye nabo babiza eNkosini yabo ekuseni nangokuhlwa befuna inkxaso yaYo. Kwaye amehlo akho makangatsibi ngaphaya kwabo, ufune ubukhazikhazi bobomi beli hlabathi, kananjalo uze ungamthobeli lowo untliziyo yakhe Siyenze yangayinanzi inkumbulo yeThu, olandela iminqweno yakhe, lowo imeko yakhe isoloko ikukungakhathali.
29. Kananjalo yithi, “Inyaniso ivela eNkosini yenu, ngoko ke lowo uthandayo makakholwe, othandayo angakholwa.”Inene Thina Silungiselele abenzi bobubi uMlilo odwanguza

ngathi ziindonga nophahla lwentente, uya kubarhangqela, ubavalele ngaphakathi (kuwo) yaye (baya kuthi) xa becela ukuphunyuzwa (kuwo), baphunyuzwe ngamanzi amdaka okwe-oli emnyama, ebuxula etshisa, (ibuxule) ubuso. Asisesibi isiselo (sabo), enjani yona ukuba mbi indawo yabo yokuphumla (isiHogo)!

30. Abo bakholiweyo benza izenzo ezilungileyo inene aSiyi kuwenza umvuzo wakhe ulahleke, nabani na (kubo) owenze kakuhle ngokwemisebenzi.
31. Abo baya kuba nemiyezo yokuhlala yanaphakade, phantsi kwayo kuya kumpompoza imilambo. Baya kuhonjiswa apho ngezacholo zegolide, bavathe izambatho eziluhlaza zesilika ecocekileyo nengqindilili, bengqengqile, bengqiyamile ezihlalweni ezihonjisiweyo. Mhle kakhulu umvuzo, intle nendawo yokuphumla (kwabo).

Icandelo 5

32. Benzele umzekelo wamadoda amabini: Omnye kuwo Sampha izitiya ezibini zediliya, Sazibiyela ngemithi yesundu, Sandlala phakathi kwazo umhlaba wokulinywa.
33. Ngasinye (kwezo) zitiya zibini savelisa iziqhamo zaso akwabikho nto sisilela ngayo. Senza kwampompoza umlambo phakathi kuzo apho.
34. Owayeneziqhamo, wathi kugxa wakhe, bencokola; “Mna ndingaphaya kunawe ngokobutyebi yaye ndingentla kunawe ngokuba nabantu (abasebenzi abaninzi).
35. Ke kaloku (waphuma) waya kungena emyezweni wakhe esazonile emphefumlweni wakhe, (ngenkukhumalo), wathi: “Andiqondi ukuba oku kungaze kuphele.
36. Andiqondi kananjalo ukuba iYure iya kuze ifike, kanti ke ukuba ngenene ndingaze ndisiwe phambi kweNkosi yam

(ngoMhla woMgwebo), Inene ndiya kufumana okungcono kunoku xa ndibuyela kuYo."

37. Ugxa wakhe wathi kuye lo gama wayesathetha naye. Ingaba uye wangakholwa na kuloWo Wakudalayo ngothuli, emva koko ngeqabaza lembewu yomntu Waza Wakunika umlinganiselo wokuba ube yindoda?
38. Kodwa kum, nguAllâh, iNkosi yam yaye andayamanisi namnye eNkosini yam.
39. Bekutheni na ukungena kwakho esitiyeni sakho ungathi, "Oko kuthandwe nguAllâh (kuya kwenzeka). Akukho mandla ngaphandle kwaka-Allâh?' Nangona undibona ndingeneno kwakho ngobutyebi nabantwana.
40. Kunokwenzeka ukuba iNkosi yam Iza kundipha (into) engcono kunesitiya sakho, Ize Ithumele ishwangusha elivela esibhakabhakeni yaye siya kuba mpuluswa, sibe ngumhlaba onothuli.
41. Kungenjalo amanzi aso aya kusuka atshe (atshone emhlabeni) ukuze ungaze ube nako ukuwabhaqa."
42. Iziqhamo zakhe zarhangqelwa yintshabalalo. Wasala eqhwaba izandla edanile (ebuhlungu) ngenkcitho ayenzileyo kuso (isitiya eso) sabe sona siwile amanqwanqwa okusibiyela (elele phantsi), (waqala) wathi, "Yeha kum! Akwaba bendingakhanga ndayamanise namnye eNkosini yam."
43. Waye engenamahlakani okumnceda ngaphandle koAllâh, wabe engancediswa (nakuncediswa).
44. Ngelo xesha igunya labe likuAllâh (lonke), uSonyaniso. NguYe Olungileyo (ukunika) umvuzo, ikwanguYe Olungileyo kwiziphumo.

Icandelo 6

45. Bachazele ngomzekelo wobomi beli hlabathi, (bona) bufana nemvula eSiyithumela phantsi ivela esibhakabhakeni, nezityalo

zomhlaba ziyifunxe, zize ziphinde zibe yintsalela eyomileyo ethiwe saa ngumoya ukanti uAllâh Ungaphezulu kwezinto zonke, Ugqibelele ukuba namandla (okwenza izinto)

46. Ubutyebi nabantwana (zizinto) ezisisihombiso sobomi beli hlabathi. Kodwa izenzo ezilungileyo zizona zingcono eNkosini yakho ukuba zibe ngumvuzo yaye zizona zingcono ukuba zinqweneleke (emntwini).

47. (Khumbula) kananjalo iMini eSiya kuncothula iintaba (ngayo) yaye uya kuwubona umhlaba ulithafa elityeneneziweyo, Size Sibaqokelele, Singashiyi namnye emva kwakhe nabani na.

48. Yaye baza kumiswa phambi kweNkosi yakho ngemigca (Ize Ithi kubo), "Nibuyele kuThi ninjengoko SaSinidalile ekuqaleni. Kodwa nanisithi nina, aSisokuze Senze (kubekho iMini) yokudibana (kweThu) nani.

49. Ke kaloku iNcwadi (yezenzo) iya kubekwa (phambi kwabo ivuliwe) uze ubone izaphula-mthetho zinoloyiko loko (kubhalwe) kuyo, baze bathi, "Yeha kuthi! Kazi okokuba yiNcwadi eluhlobo luni na le ingashiyi nento le incinane nenkulu ngaphandle kokuyibhala (phantsi) ngokwamanani ayo!" Kananjalo baya kukufumana oko bakuzisayo[1] eNkosini yabo) kwangaphambili, iNkosi yakho ayiyenzi intswela bulungisa nakomnye.

Icandelo 7

50. Yabonani Sathi kwiingelosi, "Qubudani kuAdam", zaqubuda ngaphandle koIblîs. Wayengomnye we*jinni*. Wemka kumyalelo weNkosi yakhe. Ingaba niza kumthabatha yena nenzala yakhe ukuba babe ngabancedi benu ngaphandle kwaM, lo gama bona beziintshaba zenu? Hayi ukungcola konaniselwano lwabenzi bobubi.

1 Oko bakuzisayo kwangaphambili (18:49) zizenzo zabo abazenza ehlabathini enokuba yayizizenzo ezilungileyo na okanye ezingcolileyo. Baza kuziboniswa.

51. Andibenzanga ukuba babe ngamangqina endalo yamazulu nomhlaba okanye kwindalo yeziqu zabo. Yaye NdaNdingeze Ndithabathe abalahlekisi ukuba babe ngabancedisi (baM).
52. NgeMini Aya kuthi, “Bizani amahlulelane aM enaniwabanga kaloku.” Baya kuwabiza ke, kodwa wona angabaphenduli. Thina ke Siya kubeka umsantsa wentshabalalo phakathi kwabo.
53. Ke kaloku abenzi bobubi baya kuwubona uMlilo baze baqonde kakuhle okokuba baza kuwiselwa kuwo. Ke kaloku abayi kufumana ndlela yakuphuncula kuwo apho.

Icandelo 8

54. Inene Thina Senzele abantu zonke iintlobo zemizekeliso kule ‘Kur’ân). Kodwa umntu wahlala ephikisa.
55. Ayikho into eyathintela abantu ukuba bakholwe xa isiKhokelo sasifikile kubo sivela eNkosini yabo. kungekho nto yabathintelayo nokuba bacele itarhu eNkosini yabo ngaphandle kokuba iindlela zabantu bamandulo ziphindwe kubo[2] okanye bafuna isohlwayo siziswe kubo (basibone) ubuso ngobuso?
56. Thina ke aSibathumeli nto abaThunywa ngaphandle kokuba babengabavakalisi beendaba zovuyo nabaLumikisi. Kodwa abo bangakholwayo, bayaphikisa ngeengxoxo zabo zobuxoki, khon’ukuze ngaloo ndlela baphike inyaniso. Yaye bathabatha iiVesi zaM noko balunyukiswa ngako bakwenze intlekisa.
57. Ngubani na intswela-bulungisa egqitha okhunjuzwa ngeeVesi zeNkosi yakhe kodwa azitshikilele, aze alibale noko kwenziwe zizandla zakhe? Inene Thina Sibeke isigqubuthelo ezintliziyweni zabo, hleze bayiqiqe (i‘Kur’ân). Ezindlebeni

2 Oku (18:55) kuthetha isohlwayo esinjengeso sahlela abantu bakudala ababengayiphulaphuli imiyalelo ka-Allâh.

zabo banobuthulu. Ke kaloku xa ubamemela kwisiKhokelo abasokuze bakhokeleleke.

58. Kanti ke iNkosi yakho nguMxoleli, uSozinceba. Ukuba Ibinokubabeka ityala ngoko (kugwenxa) bazizuzele kona, Ibiza kukhawuleza ngesohlwayo. Ukusuka apho lityunjiwe ixesha labo elo bangayi kufumana kuphuncula (kulo).
59. Ke kaloku ezo zixeko Sazitshabalalisa zisakwenza ubugwenxa, yaye isohlwayo sazo Sasimisela ixesha.

Icandelo 9

60. Yabona uMûsâ wathi kwinkwenkwana yakhe (isicaka sakhe), “Andiyi kuyeka (ukuhamba) ndide ndifike esiphambukeni seelwandle ezimbini kungenjalo ndiya kuqhubeka ngokuhamba ixesha elide.”
61. Kodwa bakufika esiphambukeni phakathi kwazo (iilwandle ezimbini) balibala ngentlanzi yabo, ke yona yathabatha indlela yayo yabuyela elwandle, yanyamalala.
62. Bathi ke ukugqitha kwabo kuyo, (uMûsâ) wathi kwinkwenkwana yakhe, “Sizisele isidlo sethu sakusasa. Sibulaleke kakhulu kolu hambo lwethu, sidiniwe (nokudinwa.”)
63. Wathi, “Ubonile ngokuya besiphumle kweliyaa litye? Ndiye ndalibala ukuyikhumbula intlanzi. Kunjalo nje akukho wumbi undenze ndalibala ngaphandle koShaytân ukuba ndiyikhumbbule. Ukanti yona ithabathe indlela yayo elwandle ngokumangalisayo.”
64. (UMûsâ wathi, “Leyo yiyo kanye into ebesiyikhangela.” Babuyela emva belandela imizila yeenyawo zabo.
65. Ke kaloku bafumana omnye weziCaka zeThu, eSathoba uBabalo oluvela kuThi phezu kwakhe, neSamfundisa nolwazi oluvela kuThi.

66. UMûsâ wathi kuye (u*Rhadir*), “Ndingakulandela na khon’ukuze undifundise okuthile kolo lwazi lwakho lwesiKhokelo walufundiswayo?”
67. Wathi yena. “Inene, wena akungekhe ukwazi ukuba nomonde (wokunyamezelana) nam.
68. Ungakunyamezela njani oko ungenakukuqulatha elwazini (lwakho)?”
69. UMûsâ wathi, “Uya kundifumana mna ndinomonde ukuba uAllâh Uthandile yaye andiyi kungakuthobeli nangawuphi na umyalelo.”
70. Wathi yena, “Ukuba uyandilandela ke uze ungandibuzi nangantoni na (endiyenzayo) ndide ndikuchazele (ngayo).”

Icandelo 10

71. Bahamba ke bada bakhwela esikhitshaneni. (U*Rhadir*) wasigrobhoza imboba (isikhitshane). UMûsâ wathi, “Usigrobhozela ukuba masitshonise abantu baso na?” Inene wenze eyona nto imbi kunene!”
72. (U*Rhadir*) wathi, “Bendingatshongo na kuwe ukuba wena akungekhe unyamezelane nam?”
73. Wathi (uMûsâ), “Ungandigxeki ngokulibala kwam, ungandibeki ebunzimeni ngesenzo sam.”
74. Baqhubeka ke (bahamba) bada badibana nenkwenkwana, waza wayibulala. (u*Rhadir*). UMûsâ wathi, “Ubulele umntu ongenatyala ongabulalanga mntu? Inene wenze into elisikizi gqitha!”
75. (U*Rhadir*) wathi, “Bendingatshongo na kuwe ukuba wena akungekhe unyamezelane nam?”
76. (UMûsâ) wathi, “Ukuba ndikhe (ndaphinda) ndakubuza ngenye into emva kwale, ungabisandigcina kunye nawe, usifumene isizathu sokuzigwebela kum.”

77. Bahamba ke bada bafika kubantu benye ilali, bacela ukutya kubantu balapho kodwa abavuma ukubenzela ububele baza bafumana udonga olwalusele luza kuwa, waza (u*Rhadir*) walumisa kwakhona. UMûsâ wathi, "Ukuba ubuthandile ngowuthabathe intlawulo ngalo."
78. (U*Rhadir*) wathi, "Oku ke kukwahlukana phakathi kwam nawe. Ndiza kukuxelela intsingiselo yoko wena ungabanga namonde ngako.
79. Mayela nesikhitshane, ibe isesabantu abangamahlwempu abasebenza elwandle. Ndiye ndazimisela ukusenza sibe nesiphene njengoko emva kwabo (bebelandelwa) ngukumkani (othile), ohlutha zonke izikhitshane (Ezilungileyo ezingenasiphene).
80. Mayela nenkwenkwana, abazali bayo bebengamakholwa, ke, ngoko bekusoyikiselwa ukuba iza kuba ngumthwalo kubo ngokugabadela nokungakholwa.
81. Thina ke siye sanenjongo yokuba iNkosi yabo Ibanike omnye ongcono ngobunyulu endaweni yayo. (Yona) ibe kufuphi nenceba (ka-Allâh).
82. Mayela nodonga, ibe ileleenkedama ezimbini ezingamakhwenkwe esixekweni, phantsi kwalo bekukho ubutyebi bawo, utata wawo waye elilungisa. Ke kungoko iNkosi yakho Iye Yanenjongo yokuba bafikelele ebudaleni Ize Iburhole ubutyebi babo, bube yinceba evela eNkosini yakho, Ke kaloku mna andenzanga ngokokuthanda kwam. Leyo ke yintsingiselo yoko wena ungakhanga ukwazi ukukunyamezela."

Icandelo 11

83. Ke kaloku bakubuza ngoDthul 'Karnayn, yithi, "Ndiza kunicengcelezela into ngebali lakhe."
84. Inene Thina Sammisela eMhlabeni, Samnika indlela yezinto zonke.

85. Ke kaloku yena wayelandela iNdlela yeThu.
86. Kwada kwalilixa apho wafikelela ekutshoneni kwelanga, walifumana litshona, kulwandle lwamanzi anodaka olumnyama. Wafumana ecaleni kwawo abantu. Thina Sathi, “Hini na Dthul’Karnayn! Ungabohlwaya okanye ubaphathe kakuhle ngezibele, (kukuwe).”
87. Wathi yena, “Lowo (ungakholwayo kuAllâh) enze ubugwenxa, siya kumohlwaya, yaye uya kubuyiselwa eNkosini yakhe, Eza kumohlwaya ngesohlwayo esibi kunene (isiHogo).
88. Ke lowo ukholwayo (kuAllâh) enze izenzo zobulungisa, uya kufumana owona mvuzo mhle (iPaladesi) yaye Thina Siya kuthetha naye amazwi amnandi.”
89. Waza walandela enye indlela,
90. Kwada kwalilixa apho wafikelela kwindawo yokuphuma kwelanga, walifumana liphuma ebantwini Thina esingabanikanga sikhuseli ngokuchasene nelanga.
91. Ngoko ke (kwabanjalo) yaye SaSisazi konke ngaye (uDthul’Karnayn).
92. Waza walandela enye indlela,
93. Kwada kwalilixa apho wafikelela phakathi kweentaba ezimbini, wafumana phambi kwazo (ezo ntaba zimbini), abantu ekwakunzima ukuba babe nelizwi nokuba libe linye abaliqondayo (ekungekho ntetho bayaziyo).
94. Bathi, “O Dthul‘Karnayn! Inene uYa‘jûj (uGogi) noMa‘jûj (uMagogi), ngabenzi bokungcola (abakhulu) emhlabeni. Ingaba singakunika na intlawulo yokuba wenze umsantsa phakathi kwethu nabo?”
95. Wathi yena, “Oko iNkosi yam Indimisele kona kungcono (kunoko nindinika kona nina), kodwa ke nina ndincediseni ngamandla (ndinikeni abantu bokundincedisa); mna ndiya kwenza idama phakathi kwenu nabo (uYa‘jûj noMa‘jûj).
96. Ndinikeni amacangci entsimbi;” wathi ke esakugqiba, ukuwandlala tyaba phakathi kweentaba ezimbini, wathi,

"Vuthelani;" uthe ke esakuwenza ada aba ngumlilo, wathi, "Ndiziseleni ikopolo enyityilikisiweyo ndiyigalele phezu kwawo."

97. Baza ke ngoko (uYa'jûj noMa'jûj) abakwazi ukugqitha kuwo abakwazi nokugrumba bagqobhozele kuwo.
98. UDthul'Karnayn wathi, "Le yinceba evela eNkosini yam, kodwa sisakufika isithembiso seNkosi yam, Iza (kuyidiliza) (le ntaba) ilale tyaba phantsi). Yaye isithembiso seNkosi yam sihlala siyinyaniso.
99. Kananjalo ngaloo Mini Siya kubayeka (uYa'jûj noMa'jûj), bagxalathelane okwamaza (olwandle), omnye phezu komnye, yaye iXilongo liya kuvuthelwa, Size sibaqokelele (abantu nezidalwa) zonke.
100. Ke kaloku Siya kubekela abangakholwayo isiHogo elubala ngaloo Mini.
101. Abo amehlo abo abekade egqunyathelisiwe ekuNdikhumbuleni, bona ke abevanga nokuva.

Icandelo 12

102. Ukanti abo bangakholwayo bacinga ukuba bangathabatha izicaka zaM (bazinqule) endaweni yaM, Inene Thina Silungiselele isiHogo abangakholwayo ukuba sibe yindawo yabo yokuhlala.
103. Yithi, (Muhammad), "Sinixelele thina (makholwa) abona balahlekelwa bokwenene ngokumayela nezenzo zabo?
104. Abo ngabo imizamo yabo ilahlekileyo kubomi beli hlabathi, lo gama bona bezicingela ukuba baqhuba kakuhle emisebenzini (yabo).
105. Abo ngabo bangakholwayo kwiiVesi zeNkosi yabo nakwindibano naYo. Ngoko ke imisebenzi yabo ayinto yanto, yaye ngoMhla wokuGqibela Asiyi kubabalela ntweni.

106. Lowo iya kuba ngumvuzo wabo isiHogo ngenxa yoko bakuphikayo nangenxa yokuba bathabatha imiqondiso yaM nemiyalezo yaM bayenza intlekisa.
107. Inene abo bakholiweyo, benza izenzo ezilungileyo baya kuba neMiyezo yePaladesi ibe yindawo yabo yokuhlala.
108. Apho baya kuhlala ngonaphakade. Abayi kunqwenela kukhutshwa phakathi apho.
109. Yithi (Muhammad), “Ukuba ulwandle beluyi-ink (yokubhala) amaZwi eNkosi yam beluya kuphela, (tu) engekapheli wona amaZwi eNkosi yam.” Enokuba beSingada Size nolunye ulwandle olungangalo ukulongeza.
110. Yithi, “Mna ndingumntu njengani, ekuye kwatyhilwa kuye okokuba uThixo wenu nguThixo Omnye (uAllâh). Lowo unethemba lendibano neNkosi yakhe, makasebenze imisebenzi elungileyo, angayamanisi nabani ukuba abe lihlulelane eNkosini yakhe.”

ISahluko 19
MARYAM (UMARIYA) 19

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Kâf-Hâ-Yâ-'Aîn-Sâd.
2. Oku kukukhankanywa kwenceba yeNkosi yakho kwisiCaka saYo (uZakariyyâ).
3. Xa wakhalayo eNkosini yakhe (uAllâh) isikhalo sasemfihlakalweni.
4. Wathi, "Nkosi yam! Inene amathambo am aluphele, neenwele ezingwevu (zandile entlokweni yam), yaye andizanga ndiphoxeke emthandazweni wam kuWe Nkosi yam.
5. Inene ndoyika (okuya kwenziwa) zizizalwana zam (noogxa bam) abaya kulandela emva kwam, ukanti umfazi wam ludlolo, ngoko ke ndiphe indlalifa evela kuWe.
6. Eza kuba yindlalifa yam, ibe yindlalifa yekhaya lam, indlu kaYa'kûb. Umenze athandeke (kuWe) Nkosi yam."
7. (Kwathiwa kuye), "Hini na Zakariyyâ, Inene wena Sikunika iindaba ezivuyisayo zomntwana oyinkwenkwe ogama lakhe liya kuba nguYahyâ (uYohane). ESingazanga Salinika nabani na ngaphambili kunaye (eli) gama."
8. Wathi yena, "Nkosi yam, ndingaba nomntwana oyinkwenkwe njani na umfazi wam eludlolo nje, ndibe mna ndifikelele ekwaluphaleni okungaka?"
9. (Ingelosi) yathi, "Kuya kuba njalo; Itsho iNkosi yakho, (Ithi): "Kulula kuM, ngokuba Ndakudala wena ngaphambili, wabe ungento yanto."
10. (UZakariyyâ) wathi, "Nkosi yam, Ndenzele umqondiso." Wathi Yena (uAllâh), "Umqondiso wakho kukuba wena akuyi

kuthetha ebantwini iintsuku ezintathu, (ngoku) uphilileyo, (ungaguli).

11. Waphuma ke waya kubantu bakubo esuka egumbini lakhe lokuthandazela wathetha ngezandla kubo ebaxelela ukuba mabadumise (uAllâh) ekuseni nangokuhlwa.
12. (UAllâh Wathi), “Hini na Yahyâ, thabatha isiBhalo, (ubambelele, uqine) ngamandla (kuso).” Saza Samnika ubulumko eseyinkwenkwana.
13. Wathandeka (ebantwini) evela kuThi enobunyulu, emoyika uAllâh.
14. Wayenenkathalo ngabazali bakhe, yaye waye ngengomgabadeli oyinjubaqa.
15. Uxolo malube phezu kwakhe ukususela mhla wazalwa nangomhla wokubhubha kwakhe nangomhla aya kuvuswa abuyele ebomini ngawo.

Icandelo 2

16. Khankanya kananjalo, (Muhammad), eNcwadini [i‘Kur’ân (ibali lika)] Maryam xa wamkayo kowabo waya kwindawo engaseMpuma.
17. Ke kaloku, wathabatha umkhusane wazahlula kubo. Saza Thina Sathumela ingelosi yeThu kuye, yafika kuye ingesimo somntu oyindoda osulungekileyo.
18. Wathi yena, “Inene mna ndicela ukhuseleko ngoSozinceba kuwe, (hamba umke kum) ukuba uyaMoyika (ngenene) uAllâh.”
19. Yathi yona (ingelosi), “Mna ndisiSithunywa esivela eNkosini yakho ukuza kukunika iindaba ezivuyisayo zomntwana oyinkwenkwe, onyulu.”
20. Wathi yena, “Ndingaba nomntwana oyinkwenkwe njani na kungekho ndoda indichukumisileyo, yaye mna andizanga ndiziphathe kakubi.”

21. Yathi yona, “Kuza kuba njalo; iNkosi yakho ithi, “Kulula oko kuM, yaye Siya kumenza umqondiso ebantwini nenceba evela kuThi. Yaye (lo) ngumcimbi osele umiselwe (kwangaphambili).”
22. Wakhawulwa, ke waza wamka waya kwindawo ekude.
23. Ke kaloku iintlungu zenimba zamqhubela kwisiqu somthi wesundu. Wathi, “Yeha ke kum akwaba bendifile phambi kwako oku, ndalityalwa.”
24. Kodwa yena wambiza ngaphantsi kwakhe (wathi), “Musa ukuxhalaba; iNkosi yakho ikubonelele ngomlambo ezantsi kwakho.
25. Vuthululela ngakuwe isiqu somthi wesundu; uya kukuwisela iidatilisi ezintsha ezivuthiweyo phambi kwakho.
26. Ngoko ke yitya, usele waneliseke. Ke kaloku ukuba ubonene naye nokuba ngubani na kubantu, uya kuthi, “Inene mna ndithabathe isifungo kuSolubabalo sokuzila, ke andiyi kuthetha namntu namhlanje.’”
27. Waza weza naye (umntwana) kubantu bakubo, emphethe. Bathi bona, “Hini na Maryam, (Mariya) inene wenze into engenakufaniswa nanto.
28. Hini na dade boHârûn, utata wakho wayengeyondoda yakungcola, nomama wakho wayengengomntu uziphethe kakubi.”
29. Yena wabakhombisa kuye (umntwana). Bathi bona, “Siza kuthetha njani na nosana olukwi ‘*cradle*[1]?’”
30. [U-‘Îsâ, (uYesu)] wathi, “Mna ndisisiCaka sika-Allâh. Undinike isiBhalo, Wandenza uMprofeti.
31. Kananjalo Undenze ndasikeleleka naphi na apho ndikhoyo Waza Wayalela umthandazo kum namalizo (ebomini bam) ndisaphila.
32. Undenze ndanenkathalo kumama wam, yaye Akandenzanga ndaba sisingcoli somgabadeli.

1 1 Cradle’ (19:29) ichaziwe kwi‘Footnote’ 1 ekwisahluko 3:46

33. Uxolo luphezu kwam mhla ndazalwa namhla ndifayo namhla ndiya kuvuselwa ebomini."
34. Lowo ngu'Îsâ (uYesu) unyana kaMaryam lilizwi lenyaniso elo baphikisana ngalo.
35. Ayikokuka-Allâh ukuba Athabathe (Azale) unyana, Makazukiswe Yena. Xa emisela into Usuka Athi kuyo, "Yibakho", ibekho.
36. (U'Îsâ wathi), "Inene, uAllâh yiNkosi yam ekwayiNkosi yenu, ngoko ke khonzani Yena. Leyo yiNdlela ethe Tye.
37. Zaza iimvaba zahlukana phakathi kwazo (ngokunxulumene no'Îsâ), Yeha ke kwabo bangakholwayo kwindibano yeMini eNkulu.
38. Baya kuva babone ngokucace gca. Mini baya kuza kuThi, kodwa abenzi bobugwenxa namhlanje basekulahlekeni ngokucacileyo.
39. Balumkise ke ngoko (Muhammad) ngeMini yonxunguphalo nokuzisola, usakuba umcimbi sele kugqityiwe ngawo, okwakaloku nje basekwimo yokungakhathali yaye abakholwa.
40. Inene Thina Siya kuwudla ilifa umhlaba nako konke okuphezu kwawo Yaye kukuThi apho baza kubuyela khona bonke.

Icandelo 3

41. Khankanya eNcwadini (i'Kur'ân) uIbrâhîm (uAbraham). Inene yena waye eyindoda enenyaniso, enguMprofeti.
42. Xa wathi kutata wakhe, "Hini na tata wam! Kungani na ukuba ukhonze into engevayo, engaboniyo nakubona, kwaye kungekho nto ingakuceda ngayo?
43. Hini na tata wam, inene kufike ulwazi kum olungafikanga kuwe, ngoko ke landela mna; Mna ndiya kukukhokelela eNdleleni ethe Tye.
44. Hini na tata wam, musa ukunqula uShaytân (uSathana). Inene uShaytân wahlala kuSolubabalo engongathobeliyo.

45. Hini na tata wam, inene ndinoloyiko lokuba ngahle isohlwayo esivela kuSolubabalo sikufumane, ukuze ube ngumhlobo kaShaytân (eMlilweni wesiHogo)."
46. (Uyise) wathi, "Ingaba uyabala na oothixo bam, Hini na Ibrâhîm? Ukuba awuyiyeki loo nto, inene mna ndiya kukuxuluba ngamatye, ngoko ke hamba umke kum usasindile (ndingekade ndikohlwaye)."
47. UIbrâhîm wathi, "Uxolo malube nawe! Ndiya kukucelela itarhu eNkosini yam. Inene Yona kum Ihlala InguSozinceba.
48. Kananjalo ndiya kumka kuwe nakwabo ubanqulayo ngaphandle koAllâh. Yaye ndiya kuthandaza eNkosini yam ndithemba kananjalo okokuba andiyi kuphoxakala kwisicelo sam eNkosini yam."
49. Wathi ke esakuba emkile kubo nakwabo babebanqula ngaphandle koAllâh, Samnika uIs-hâ'k (uIsake) noYa'kûb (uYakobi) yaye ngamnye kubo simenze waba nguMprofeti.
50. Kananjalo sabenzela inceba yeThu, Sabapha intlonipheko ezilwimini (zabantu bonke)[2].

Icandelo 4

51. Ukhankanye kananjalo eNcwadini, uMûsâ (uMoses), inene yena wayonyuliwe, yaye waye enguMthunywa enguMprofeti.
52. Ke kaloku yena Sambiza kwicala elingasekunene lentaba, Samsondezela, kufutshane kuThi ukuze Sithethe naye.
53. Kananjalo Samnika ngenceba yeThu umntakwabo uHârûn (uAron) ukuba abe nguMprofeti.
54. Ukhankanye kananjalo eNcwadini (I'Kur'ân), uIsmâ'îl. Inene yena wayenyaniseka kwisithembiso sakhe, kanti wayenguMthunywa enguye noMprofeti.

2 Iintlanga zonke zomhlaba (19:50) zibakhumbula ngendlela ephucukileyo nangokuhloniphekileyo.

55. Wayedla ngokuyalela umthandazo kubantu bakubo ne*Zakâh* ukanti wayethandeka eNkosini yakhe.
56. Khankanya kananjalo eNcwadini (i'Kur'ân) uIdrîs (uEnoki), inene yena waye eyindoda enenyaniso, enguMprofeti.
57. Ke kaloku Samphakamisela kumgangatho ophakamileyo.
58. Abo ke ngabo uAllâh Wathululela phezu kwabo uBabalo lwaKhe phakathi kwabaProfeti abayinzala ka-Adam nabo bathwalwa yinqanawa bekunye noNûh (uNowa) nabayinzala kaIbrâhîm (uAbraham) noSirayeli (UYa'kûb), neyabo Sabakhokelayo Sabakhetha. Zazisithi iiVesi zikaSozinceba zisakucengcelezwa kubo, bawe baqubude balile.
59. Kodwa kwavela emva kwabo abalandeli (izizukulwana zamva) abaye abayinonophela i*Salâh* basuka balandela iinkanuko (zabo) ngenxa yoko ke baza kugagana nokungcola[3].
60. Ngaphandle kwabo baguqukayo, bakholwe, benze izenzo zobulungisa; okwabo iya kuba kukungeniswa ePaladesi yaye abayi kwenziwa bugwenxa konke- konke.
61. (Apho kukho) iMiyezo yokuhlala ngonaphakade, leyo uSolubabalo Athembise ngayo izicaka zaKhe kwizinto ezingabonwayo Inene esaKhe isithembiso kunyanzelekile sizaliseke.
62. Abayi kuva ntetho yakungcola apho ngaphandle (kombuliso) woxolo yaye baza kufumana isixhaso sabo apho, ekuseni nasemva kwemini.
63. Leyo ke yiPaladesi, eSiphisa ngayo njengelifa kwabo bazizicaka zeThu abaMoyikayo uAllâh.
64. (UJibrîl wathi), "Ke thina asihli (size emhlabeni) ngaphandle kwemvume yeNkosi yakho. OkwaYo koko kuphambi kwethu noko kungemva kwethu nokuphakathi apho. Ukanti iNkosi yakho Ayikhe Ilibale.

3 |Ukungcola (19:59) kuchazwa okokuba yintili esesiHogweni. Kungenjalo oku kungcola kuthiwa baza kugagana nako kungatolikwa kuthiwe ziziphumo zokuphambuka eNdleleni ethe Tye.

65. INkosi yamazulu nomhlaba noko kungaphakathi kwawo Ke ngoko nqula Yona ube nomonde kunqulo lwaYo. Ingaba ikhona into oyaziyo efana naYo kusini na?"

Icandelo 5

66. Ke kaloku umntu (ongakholwayo) uthi, "Ndisakuba ndifile, ingaba ndiza kuphinda ndibuyiselwe ebomini?"
67. Kanti umntu lo akakhumbuli na ukuba Samdala ngaphambili, lo gama wayengeyonto?
68. Ngoko (Ndifunga) ngeNkosi yakho, ngokuqinisekileyo Siya kubaqokelela nooSathana, Size sibenze babekhona bajikeleze isiHogo ngamadolo abo.
69. Ke kaloku Siya kukhupha kwimvaba nganye abo yayingabona babengcole kakhulu ngokuchasene noSozinceba benendelelo.
70. Inene SiThi ababazi kakhulu abo bafanelwe kukutsha apho.
71. Yaye akukho namnye kuni (ongumenzi wobubi) ongazi kudlula kuwo (uMlilo)[4] Oku kuxhomekeke eNkosini yakho yaye sele kumiselwe kungenakubuya kujike.
72. Kekaloku Siyakubasindisa abobaMoyikayo uAllâh, Sibayeke abenzi bobubi apho phakathi kuwo, beguqe ngamadolo.
73. Xa iivesi zeThu zicengcelezwa kubo njengobungqina obucacileyo, abo bangakholwayo, (basuke bathi), "Liliphi kula maqela (ethu) mabini elilelona linezinto (ubutyebi) nelilelona likhulu ngokwabalandeli?

4 Ngabenzi bobubi bodwa abaza kungeniswa eMlilweni, ebenzi bokulungileyo abazi kuqala bagqithiswe eMlilweni phambi kokuba bangeniswe ePaladesi ngokuba kwiVesi 86 yale Sûrah uAllâh Uthi: Ke kaloku Siya kuqhubela abaphuli-mthetho esiHogweni benxaniwe (okweenkomo ezindilelwa emanzini ukuba ziye kusela), kanti kuSûrah 21 iVesi 101-102 Uthi uAllâh: Inene bona abo umvuzo wabo olungileyo uya kuba uphumile kuThi. Ke bona kuwo (uMilo wesiHogo) baya kususwa babe kude lee. (Abenzi bokulungileyo) abayi kuva nesincinane isandi sawo (uMilo wesihogo), lo gama baya kuba behleli apho imiphefulo yabo inqwenela ukuhlaka khona. (19:71)

74. Kanti zingaphi izizukulwana eSazitshabalisayo ngaphambili kunabo ezazinezinto ngcono kunabo (nezazingcono kunabo) ngembonakalo?
75. Yithi (Muhammad) Nabani na lowo uphambukileyo, uSozinceba makamolulele (ngokumandisela ubutyebi nexesha lokuphila) bade bakubone oko babesoloko bethenjiswa ngako okungaba sisohlwayo okanye ibe yiYure, baza kwazi okokuba ngubani na okwimeko emaxongo, ingubani na ekungekho yakhe ngokwemikhosi.
76. Ke Yena uAllâh Wandisela isiKhokelo abo bahamba ngokulungileyo. Ke kaloku imisebenzi yobulungisa engaphelelwayo ingcono eNkosini yakho, ngokomvuzo yaye kungcono ukubhenela (kuYo).
77. Umbonile na lowo ungakholwayo kwiiVesi zeThu, xa esithi, “Inene mna ndiya kunikwa ubutyebi nabantwana (kuBomi oBuzayo)?”
78. Ingaba ebekhe wakroba kokungabonwayo na, okanye uthabathe isithembiso kuSolubabalo?
79. Nakanye! Siya kukubhala oko akuthethayo Size Simongezelele isohlwayo eside.
80. Yaye Siya kumaba (okwelifa ukubhubha kwakhe) [uza kukushiya] konke oko athetha ngako (ubutyebi nabantwana eSimnike bona kweli hlabathi), aze afike eyedwa (jwi) kuThi.
81. Kananjalo bazithabathele (oothixo bobuxoki) ngaphandle koAllâh ukwenzela ukuba oko kubanike intlonipheko.
82. Nakanye! (Abo thixo babo) baza kuluphika unqulo lwabo baze bachasane nabo (ngoMhla wokuGqibela).

Icandelo 6

83. Akuboni na ukuba Sithumele amaShayâtini (ooSathana) kwabangakholwayo, ababaphembelela ukwenza ukungcola ngempembelelo (eyenzeka rhoqo).

84. Ke wena musa ukungxama ngabo. Thina Sibabalela inani (elingephi leminyaka yokuphela kobomi babo kweli hlabathi).
85. NgeMini esiya kuqokelela amalungisa kuSozinceba abe ligqiza.
86. Ke kaloku Siya kuqhubela abaphuli-mthetho esiHogweni benxaniwe (okweenkomo ezindilelwa emanzini ukuba ziye kusela).
87. Akukho namnye oya kuba (namandla) akucenga ngaphandle kwalowo uthabathe umnqophiso kuSozinceba.
88. Kananjalo bathi, "USozinceba Uthabathe (uzele) unyana."
89. Inene, nenze eyona nto imbi.
90. Amazulu anga angakrazuka, nomhlaba unga ungahlukana neentaba zidilike, ziphasalake.
91. Into yokuba babalele unyana kuSozinceba (uAllâh),
92. Kodwa asinto ifanelekileyo kuSozinceba ukuba Abe nonyana.
93. Akukho namnye emazulwini nasemhlabeni ongazi kuSozinceba ukuba abe sisicaka (saKhe).
94. Inene (uAllâh) Wazi umntu ngamnye kubo, yaye Ubabalile ngobalo olupheleleyo.
95. Yaye ngamnye kubo uya kuza kuYe (uAllâh) eyedwa ngoMhla woVuko.
96. Inene, abo bakholwayo benze izenzo zobulungisa, uSolubabalo Uya kubanika uthando.
97. Ke ngoko Thina Senze le ('Kur'ân) yaba lula elwimini lwakho khon'ukuze unike iindaba ezivuyisayo kwabo bamoyikayo uAllâh, ulumkise kananjalo ngayo abachasi.
98. Kanti zingaphi izizukulwana phambi kwabo eSazitshabalalisayo! Ingaba ungafumana nokuba mnye kuzo okanye uve nokuba kukusebeza kwabo (izizukulwana ezatshatyalaliswayo)?

ISahluko 20
TÂ-HÂ 20

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Tâ-Hâ.
2. ASikuthumelelanga i'Kur'ân (Muhammad) ukukuvisa ubuhlungu (emphefumlweni wakho).
3. Koko (Siyithumelele) ukuba ibe yinkumbuzo kwabo baMoyikayo (uAllâh).
4. IsiTyhilelo esivela kuYe (uAllâh) Owadala umhlaba namazulu aphakamileyo.
5. USolubabalo (uAllâh) Waphakamela ngentla kweTrone yaKhe.
6. KokwaKhe konke okusemazulwini nako konke okusemhlabeni, nako konke okuphantsi komhlaba.
7. Kananjalo ukuba wena (Muhammad) uthetha ngokukhwaza (xa uthandazayo), inene Yena Wazi imfihlelo noko kufihlakele ngakumbi.
8. UAllâh, akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe ngawaKhe awona magama alungileyo.
9. Ingaba ibali likaMûsâ lifikile na kuwe?
10. Ukubona kwakhe umlilo, wathi kusapho lwakhe, "Lindani (apha)! Inene mna ndibone umlilo; mhlawumbi ndinganizela nesikhuni esivuthayo esiphuma kuwo, kungenjalo ndifumane isiKhokelo esithile emlilweni apho."
11. Wathi ke akufika kuwo, Wabizwa ngegama, "Hini na Mûsâ!
12. Inene Mna ndiyiNkosi yakho! Ngoko ke khulula iimbadada zakho, usentilini engcwele, i*Tuwâ*.
13. Kananjalo Ndikunyule wena, phulaphula ke ngoko oko kuza kutyhilwa (kuwe).

14. Inene! Mna ndinguAllâh. Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaM, Khonza Mna ke, wenze i*Salâh* ukwenzela inkumbulo yaM.
15. Inene iYure iyeza yaye Ndiphantse Ndiyifihle kwisiqu saM khon'ukuze umntu ngamnye avuzwe ngoko akusebenzelayo.
16. Ngoko ke lowo ungakholwayo kuyo koko elandela iinkanuko zakhe makangakuphambukisi wena kuyo, kuba hleze utshabalale.
17. Yintoni na leyo isesandleni sakho sokunene wena Mûsâ?"
18. Wathi yena (uMûsâ), "Yintonga yam, endisimelela ngayo, nendivuthululela izimvu zam amahlahla ngayo, ndenza neminye imisebenzi ngayo."
19. UAllâh Wathi, "Yijule phantsi ke Mûsâ!"
20. Wayijula phantsi, yaza ngoko nangoko yaba yinyoka, irhubuluza ngokukhawuleza.
21. (UAllâh) Wathi, "Yibambe ungoyiki; Siya kuyibuyisela kwimo yayo yangaphambili.
22. Beka isandla sakho sokunene kwicala lakho lokhohlo: siya kubuya simhlophe, singenasifo (oko kuya) kuba ngomnye umqondiso.
23. Khon'ukuze Sikubonise eminye yemqondiso emikhulu yeThu.
24. Hamba uye kuFir'awn (uFaro). Inene yena sele egabadele."

Icandelo 2

25. UMûsâ wathi, "O Nkosi yam! Ndandisele isifuba sam (ndibe nolwazi oluphangaleleyo).
26. Undenzele lula umsebenzi wam.
27. Ukhulule iqhina elwimini lwam.
28. Ukuze bayiqonde intetho yam.
29. Ndinyulele kananjalo umncedisi ovela kusapho lwasekhaya,
30. UHârûn (uAron), umntakwethu.
31. "Undongezelele amandla kunye naye,

32. Makahlulelane nam ngomsebenzi wokuvakalisa (umyalezo ka-Allâh).
33. Ukuze siKuzukise kakhulu Wena,
34. SiKukhumbule kakhulu kananjalo.
35. Inene Wena Wahlala Usibona thina."
36. (UAllâh) Wathi, "Usinikiwe isicelo sakho, wena Mûsâ!
37. Kananjalo inene Thina SaSikhe Sakwenzela inceba kwelinye ilixa (elingaphambili kuneli).
38. Xa Satyhilela umama wakho ngoko Samtyhilela kona.
39. Sathi (kuye), 'Mfake (umntwana) etyesini, uze uyijule emlanjeni, umlambo wona uya kuyityekezela elunxwemeni; apho ke utshaba lwaM notshaba lwakhe luza kumchola khona.' Kananjalo wena Ndakunika uthando oluvela kuM lokuba ukhuliswe phantsi kweLiso laM.
40. Ke kaloku udade wenu ukuhamba kwakhe wathi, 'Ndinganikhombisa na umntu onokunigcinela yena (umntwana)?' Sakubuyisela kanjalo ke kumama wakho, khon'ukuze apholise amehlo akhe angakhathazeki. Wena ke wabulala umntu, kodwa Sakusindisa Thina kwimbandezelo enkulu Sakuvavanya ngovavanyo olukhulu. Wena wahlala iqela leminyaka nabantu bakwaMidiyan waza weza apha ngexesha elimisiweyo eNdalimisela wena Mûsâ!
41. Ndikukhethele (ukuba usebenzele) Mna wena (Mûsâ).
42. Hamba ke wena nomntakwenu neMiqondiso yaM, ningaze niyekelele nityhafe ekuNdikhumbuleni Mna.
43. Hambani ke nobabini niye kuFir'awn, inene yena sele egabadele.
44. Nithethe naye ngentetho enobulali ukuze mhlawumbi akhumbuzeke oyike uAllâh.
45. Bathi bona, "Nkosi yethu, inene thina soyika ukuba hleze asuke angxame asohlwaye kungenjalo asuke agabadele (ngakumbi ngokuchasene nathi)."

46. (UAllâh) Wathi, “Musani ukoyika, inene Mna Ndiya kuba nani, Ndiya kuniva Ndinibone nokunibona.”
47. Ngoko ke hambani nobabini niye kuye, nithi, ‘Inene, thina singabathunywa beNkosi yakho, ngoko ke khulula aBantwana bakwaSirayeli bahambe nathi, ungabangcungcuthekisi; inene thina, size nomqondiso ovela eNkosini yakho! Kananjalo uxolo luya kuba kwabo balandela isiKhokelo!
48. Inene, kutyhiliwe kuthi okokuba isohlwayo siya kuba phezu kwalowo uphikayo, atshikile.”
49. UFir‘awn wathi, “Ngubani na ke ngoko Mûsâ iNkosi yenu nobabini?”
50. UMûsâ wathi, “INkosi yethu nguloWo Wanika into nganye isimo sayo nendalo yayo, Waza Wayikhokela ngokuthe tye.”
51. (UFir‘awn wathi, “Nithini na ke ngezizukulwana zamandulo?”
52. (UMûsâ) wathi, “Ulwazi loko luseNkosini yam, eNcwadini (yaYo). INkosiyam Ayiyenzi impazamo Ingalibali nakulibala.”
53. (Yena) nguloWo Wanenzela umhlaba wangathi ngumandlalo Wanivulela iindlela kuwo apho, Wanithumelela amanzi (imvula) evela esibhakabhakeni. Kananjalo Sivelisa ngawo (amanzi) iintlobontlobo zezityalo.
54. Yidlani nidlise nemfuyo yenu inene kuko oku kukho umqondiso kubantu bengqiqo.

Icandelo 3

55. Kuwo lowo (umhlaba) Sadala nina, yaye kuwo apho Siza kunibuyisela, Size Siphinde Sinikhuphe kwakhona.
56. Inene Thina Sambonisa (uFir‘awn) yonke imiqondiso yethu, kodwa waphika, wala.
57. Yena (uFir‘awn) wathi, “Ingaba wena uze kusikhupha elizweni lethu ngemilingo yakho kusini na Mûsâ?
58. Inene thina siya kukuvezela imilingo efana naleyo; Ngoko ke tyumbani usuku lwendibano phakathi kwenu nathi, olo

kungekho namnye kuthi okanye kuni oza kusilela ukulugcina, kube kwindawo ephangaleleyo apho omabini (amacala) aza kuba namathuba alinganayo (nabantu babone kakuhle bonke).

59. (UMûsâ) wathi, “Indibano yenu iya kuba yimini yomsitho, abantu mababuthelane ndawonye ke ukuphuma kwelanga.”
60. Ke kaloku uFir‘awn wemka waqulunqa icebo waphinda wabuya.
61. (UMûsâ) wathi kubo, “Yeha kuni! Ningaqambi buxoki ngoAllâh, hleze Anitshabalalise nya ngesohlwayo. Yaye inene, lowo uqamba ubuxoki (ngoAllâh), akayi kuphumelela, tu.”
62. Emva koko baxoxa phakathi kwabo mayela nabaza kukwenza, baza bayigcina loo ncoko yabo iyimfihlo.
63. Bathi, “Inene aba (uMûsâ nomntakwabo) ngabenzi bemilingo. Bafuna ukunikhupha ezweni lenu ngemilingo yabo.”
64. Ngoko ke qulunqani icebo lenu, nibuthelane ndawonye nikrele ngokomgca. Ke kaloku owoyisileyo namhlanje inene yena uya kuba uphumelele.”
65. Bathi bona, “Hini na Mûsâ! Mayibe nguwe na oza kuqala ajule okanye ibe sithi abajula kuqala kusini na?”
66. (UMûsâ wathi, “Nakanye, qalani nina nijule!” Emva koko; nazo iintambo zabo neentonga zabo, ngomlingo, zibonakala kuye (uMoses) ngathi ziyanyakaza ngokukhawuleza.
67. Ke kaloku waziva enoloyiko uMûsâ phakathi kuye.
68. Thina (Allâh) Sathi, “Musa ukoyika! Inene wena uza kuba ngentla kubo.
69. Jula ke loo nto isesandleni sakho sokunene! Iza kukuginya (konke) oko bakwenzileyo. Inene oko bakwenzileyo bona yintonga yomenzi wemilingo kuphela, ukanti umenzi wemilingo akaphumeleli naphi (na apho akhoyo.”)
70. Ke kaloku abenzi bemilingo bawa baqubuda. Bathi: “Sikholiwe thina kwiNkosi kaHârûn noMûsâ.”
71. (UFir‘awn) wathi, “Nikholwa kuye (uMûsâ) ndinganinikanga mvume. Inene yena yinkokeli yenu enifundise imilingo.

Ngoko ke ndiya kuninqumla izandla zenu neenyawo zenu ngokwahlukana kwamacala (isandla sokhohlo nonyawo lokunene), yaye ndiya kunibethelela kwizibhukubhuku zemithini yesundu. Yaye niya kwazi ngokwenene okokuba ngubani na apha kuthi (uFir'awn) neNkosi kaMûsâ (uAllâh) onokunika uncedo nesohlwayo sanaphakade."

72. Bathi bona, "Asingekhe sikhethe wena ngaphezulu kunoko kufike kuthi kuyimiqondiso ecacileyo nangaphezulu kuloWo Wasidalayo. Ngoko ke wena wisa okuwisayo. Wena ungawisa (isigwebo) kobu bomi balo mhlaba (kuphela).
73. Inene thina sikholiwe eNkosini yethu, (ukwenzela) ukuba Isixolele iziphoso zethu, nakwimilingo obusinyanzela yona (ukuba siyenze). Kwaye uAllâh nguYena Ulungileyo nongapheliyo"
74. Inene lowo uya kuza eNkosini yakhe (uAllâh) esisaphula-mthetho, inene okwakhe iya kuba sisiHogo; akayi kufa, engayi kuphila apho.
75. Kodwa yena lowo uya kuza kuYe (uAllâh) elikholwa, enze imisebenzi elungileyo, okwabanjalo iya kuba sisikhudla esiphezulu:
76. IMiyezo ekuya kuhlalwa kuyo ngonaphakade, ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo, apho baza kuhlala khona ngonaphakade. Lowo ke ngumvuzo walowo uzihlambululayo.

Icandelo 4

77. Kananjalo Satyhilela uMûsâ, "Hamba ngobusuku nezicaka zaM, uzibethele indlela eyomileyo enqumla elwandle; akuyi koyika kufunyanwa (nguFir'awn, ungayi koyika kutshona.)"
78. Ke kaloku uFir'awn wabaleqa ngemikhosi yakhe, kodwa wona amanzi olwandle abagqumelela.
79. UFir'awn wakhokelela abantu bakhe ekulahlekeni yaye akazanga abanike siKhokelo (silungileyo).

80. Hini na Bantwana bakwaSirayeli! Sanisindisa elutshabeni lwenu, Saza Senza uMnqophiso nani kwicala langasekunene lentaba. Sanithobela imana nezagwityi,
81. (Sisithi), “Yidlani kwizinto ezilungileyo, eSinibonelela ngazo ningagabadeli apho, kuba hleze umsindo waM uhle phezu kwenu. Ke lowo uhlelwe yingqumbo yaM phezu kwakhe utshabalele ngenene yena.
82. Ukanti inene Mna Ndiyaxolela kulowo uguqukayo, akholwe, enze imisebenzi elungileyo aqhubeke (nokuba phantsi) kwesiKhokelo.”
83. (Ke kaloku ukufika kukaMûsâ kwintaba yeSinayi ebaleka eshiya abantu bakubo nomntakwabo uHârûn, uAllâh Wathi), “Yintoni na ekwenze ukuba ungxame ukumka kubantu bakuni wena Mûsâ?”
84. Wathi yena, “Basondele kumzila weenyawo zam: Ke mna ndiye ndabalekela kuWe, Wena Nkosi yam, ukuze Wena Ukholiseke (ndim).”
85. (UAllâh Wathi, “Kodwa inene, Sibavavanyile abantu bakuni emva (kokumka) kwakho, ke kaloku uSâmirî ubakhokelele ekulahlekeni.
86. Wabuyela ke uMûsâ kubantu bakubo, enomsindo, ekhathazekile. Wathi, “Hini na bantu bakuthi, ingaba iNkosi yenu Ayinenzelanga isithembiso esilungileyo na? Ingaba ke ngoku ixesha (lokuzalisekiswa kwaso) besele likude kangako na kuni, okanye niye nanqwenela ukuba ingqumbo ka-Allâh ihle phezu kwenu, kangokuba nide naphule isithembiso senu (sokundithobela) mna?”
87. Bathi bona, “Asisaphulanga isithembiso sethu kuwe, kodwa siye senzelwa ubunzima kukuthwaliswa imithwalo yezihombiso zabantu (bakwaFir‘awn), siye sazijulela emlilweni waza ngolo hlobo noSâmirî[1] wazijula ke.

1 USâmirî (20:87) ligama lomntu othile owahenda aBantwana bakwaSirayeli ukuba bakhonze ithole elalingumfanekiso oqingqiweyo.

88. Ke yena uye wakhupha kuzo ithole ebelinesandi esigxwalayo", baza bathi, "Lo nguthixo wenu onguthixo kaMûsâ, kodwa yena (uMûsâ) ulibele (akabuyi)."
89. Babengaboni na bona ukuba lalingakwazi kubuyisa nto entethweni (lalingaphenduli), kwanokuba lalingenabo nobungozi lingenalo nancedo kubo?

Icandelo 5

90. NoHârûn wayesele ebaxelele ngaphambili (wathi), "Hini na bantu bakuthi, niyalingwa ngalo (ithole), kananjalo iNkosi yenu nguSozinceba, ngoko ke landelani mna nithobele umyalelo wam."
91. Bathi bona, "Asisokuze siyeke ukuzinikela kulo (eli thole) ade uMûsâ abuye eze kuthi."
92. UMûsâ wathi, "Hini na Hârûn, yintoni na ekuthinteleyo (ungabanqandi) ngelixa ububabona bephambuka,
93. Ekundilandeleni? Ingaba nawe akuwuthobelanga na umyalelo wam?"
94. (UHârûn) wathi, "Hini na mntwana kamama, musa ukunditsala ngeendevu zam okanye ngentloko yam. Inene mna ndiye ndoyikisela ukuba hleze uthi wena (kum), 'Wena udale iyantlukwano phakathi kwaBantwana bakwaSirayeli, awukhanga uligcine ilizwi lam. '"
95. (UMûsâ) wathi, "Kuye kwathini kuwe wena Sâmirî?"
96. Wathi yena, "Ndiye ndabona oko mna bebengakuboni bona, ndaza ndakha isandla esigcweleyo (sothuli) kumzila weenyawo zesiThunywa[2] ndaza ndasijula walukuhleka kanjalo ke umphefumlo wam."

2 Umzila weenyawo owashiywa lihashe lesiThunywa (20:96), ingelosi uGabriyeli.

97. (UMûsâ) wathi, “Hamba umke. Inene isohlwayo sakho kulo mhlaba siya kuba kukuba wena uthi: “Ungandichukumisi”[3] kananjalo, inene wena unesithembiso (soBomi oBuzayo) ongayi kusilela ukusigcina. Khawujonge ‘kuthixo’ wakho lowo ubukade uzinikele kuye. Siya kumtshisa (Thina) Size Simvuthelele (eluthuthu) elwandle ngesithonga.
98. UThixo wakho nguAllâh kuphela, akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe. Yena ke (uAllâh) Ugubungele zonke izinto ngolwazi.”
99. Ngolo hlobo ke wena (Muhammad), Siyakubalisela kwiindaba zoko kwaqhubekayo ngaphambili. Kananjalo wena Sikunikile inkumbuzo (i‘Kur‘ân) evela kuThi.
100. Lowo uyitshikilelayo (le ‘Kur’ân), inene yena ngoMhla woVuko uya kuthwala umthwalo (omkhulu wezono).
101. Baya kuhlala apho ngonaphakade, awumbi ngako umthwalo wabo ngoMhla woVuko;
102. NgeMini iXilongo liya kuvuthelwa: ngaloo Mini, Siya kubaqokelela abenzi bobubi, betsho ngamehlo azuba[4].
103. Baya kuthetha ngamazwi aphantsi omnye komnye (besithi), “Anihlelanga ngaphezulu kuneshumi leentsuku (emhlabeni).”
104. Sikwazi kakuhle abaza kukuthetha, xa oyena unolwazi kubo aya kuthi, “Anihlelanga ngaphezulu kunosuku olunye!”

Icandelo

105. Ke kaloku bakubuza ngeentaba, Yithi, “INkosi yam Iza kuziqhushumbisa, Izichithe zibe ngamasuntswana othuli.
106. Ize Izishiye zilele tyaba (zingamathafa).

3 Ungandichukumisi (20:97). Oku kwakuza kuba ngenxa yesohlwayo esasiza kumhlela sokuba asuswe eluntwini, enziwe ikheswa kungabikho mntu uthetha naye nomchukumisayo.

4 Amehlo abo (20:102) aya kuba zuba okanye aphanyake ngenxa yokoyika nendlala nonxano.

107. Akuyi kubona nto igoso apho okanye egobileyo."
108. Ngayo loo Mini abantu baya kulandela ngqongqo (ilizwi) lomkhwazi ka-Allâh, akukho bugoso-goso baya kuMbonisa bona. Kananjalo zonke (izandi) zamazwi ziya kuthobeka phambi koSolubabalo (uAllâh), yaye akukho nto uya kuyiva ngaphandle kwamazwi aphantsi ezingqi zeenyawo zabo.
109. Ngayo loo Mini akukho ntethelelo iya kunceda, ngaphandle kweyalowo uSolubabalo (uAllâh) Amnike imvume nelizwi lakhe liya kwamkeleka kuYe.
110. Yena (uAllâh) Uyakwazi okwenzekayo kuzo (izidalwa zaKhe) kweli hlabathi, noko kuza kwenzeka (kwilixa elisezayo) kodwa zona angekhe zibe nako ukuqulatha olo lwazi lwaKhe.
111. Kananjalo ubuso (babantu bonke) buya kuthotywa phambi (koAllâh), Ophila ngonaphakade, loWo Wondla, Akhusele konke okukhoyo. Akayi kuphumelela lowo uye wazithwalisa intswela bulungisa.
112. Kodwa yena lowo usebenza imisebenzi elungileyo, abe elikholwa akayi koyika (kwenzelwa) ntswela bulungisa nambandezelo.
113. Ngolo hlobo ke (umyalezo weThu) Siwuthumele phantsi uyi'Kur'ân yesiArabhu, Saza Sachaza ngengcaciso izilumkiso, khon'ukuze boyike uAllâh, okanye (ezizi lumkiso) zibe yinkumbuzo kubo.
114. Ngoko ke Uphakamile Yena ngaphezulu kuneento zonke uAllâh, uKumkani woKwenene. Ke kaloku ungangxami wena nge'Kur'ân ingekatyhilwa ngokupheleleyo isiTyhilelo sayo kuwe (Muhammad), yaye futhi wena yithi, "Nkosi yam! Ndongezelele ulwazi."
115. Ke kaloku Senza uMnqophiso noAdam ngaphambili, kodwa walibala yena, Samfumanisa engenako ukuzimisela.

Icandelo 7

116. Yabona Sathi kwiingelosi, “Qubudani kuAdam.” Zaqubuda (zonke) ngaphandle koIblîs (uSathana), wala.
117. Saza Sathi, “Hini na Adam! Inene lo lutshaba lwakho ndawonye nomkakho. Ngoko ke uze ungamvumeli anikhuphe ePaladesi, ukuze nibe sentluphekweni.
118. Ke kaloku inene wena (uthenjisiwe phakathi apho) ukuba akuyi kulamba ungayi kuba ze (udinge nto yakunxiba).
119. Kananjalo inene akuyi kunxanwa ungayi kutsha lilanga.”
120. Waza uShaytân wamsebezela; wathi, “Hini na Adam, ndingakukhombisa na mna kumthi wokuphila naphakade nakubukumkani obungayi kuphela?”
121. Baza batya emthini, zaza iindawo zabo ezinqabileyo zabonakala kubo, baqalisa ukuzigquma ngamagqabi asePaladesi okubagquma. Waya wangayithobeli ngolo hlobo ke uAdam iNkosi yakhe, walahleka ke.
122. Emva koko iNkosi yakhe Yamkhetha, Yabuyela kuye ngenceba,Yamnika isiKhokelo.
123. Wathi (uAllâh), “Yihlani (niphume) kuyo (iPaladesi) nonke (nina nenzala yenu) niziintshaba omnye komnye. Ukuba kuthe kwafika kuni isiKhokelo sivela kuM, lowo uthe walandela isikhokelo saM akayi kulahleka, engayi kuxhalaba.
124. Kodwa yena lowo uya kuyifulathela inkumbulo yaM inene lowo uya kubandezeleka, Size Simvuse eyimfama ngoMhla woVuko.”
125. Uya kuthi, “O Nkosi yam! Yini na ukuba Undivuse ndiyimfama, lo gama ndandibona.”
126. (UAllâh) Uya kuthi, “Kanye kanje ke: iiVesi zeThu zafika kuwe, wazilibala wena (akwazihoya); ngokukwanjalo ke nawe namahlanje uya kulityalwa (ungahoywa).”

127. Sibavuza ngolo hlobo ke abagabadelayo, bangakholwa kwiiVesi zeNkosi yabo. Yaye isohlwayo soBomi oBuzayo sibuhlungu ngakumbi yaye sithatha ixesha elide.
128. Ingaba akukacaci na kubo ukuba zingaphi na izizukulwana eSazitshabalalisayo ngaphambili kunabo, besahamba hamba phakathi kwemizi yabo? Inene kuko oko kukho imiqondiso kwabo banengqiqo.

Icandelo 8

129. Ke kaloku ukuba bekungekho ngenxa yeLizwi elanduleleyo livela eNkosini yakho, nexesha esele limisiwe, (ngesele isohlwayo sabo) safikayo (kweli hlabathi).
130. Ke kaloku yiba nomonde ngoko bakuthethayo, wenze Mkhulu uAllâh ngendumiso yeNkosi yakho lingekaphumi ilanga, naphambi kokuba litshone; nangamaxesha asebusuku nasekupheleni kwemini, khon'ukuze ukholiseke (ngumvuzo Aza kukunika wona uAllâh).
131. Kananjalo musa ukutsala amehlo akho ekunqweneleni izinto eSizinike amaqela athile phakathi kwabo (abangakholwayo nabanqula izithixo), (obo) bubunewunewu bobomi beli hlabathi, esibavavanya ngabo. Kodwa yona imbonelelo yeNkosi yakho yeyona ilungileyo neyona ithatha ixesha elide.
132. Ke kaloku yalela i*Salâh* kusapho lwakho uqiniseke kuyo. Yaye aSiceli mbonelelo kuwe, SiThi ababonelela wena, ukanti iziphumo (ezilungileyo) zobomi obuzayo zezabenza izenzo ezilungileyo.
133. Ke kaloku bathi, "Kutheni na engasizeli nomqondiso nje ovela eNkosini yakhe?" Ingaba abuzanga bufike na kubo ubungqina boko babukwiziBhalo zamandulo?
134. Ukanti ukuba SaSibatshabalalisile ngesohlwayo ngaphambili kunaye yena[5] babeza kuthi, "Nkosi yethu, kwakutheni na

5 Yena (20:134) uMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo.

ukuba ungasithumeleli uMthunywa ukuze sikwazi ukulandela iiVesi (iimfundiso) zaKho phambi kokuba sihlaziswe, sinyeliswe nokunyeliswa?"

135. Yithi, "Ngamnye kuthi ulindile; lindani ke ngoko kuba niza kwazi ukuba ngoobani na abaseNdleleni elungileyo ingoobani na abakhokelelekileyo."

Isiqendu
17

ISahluko 21
AL-ANBIYÂ' (ABAPROFETI) 21

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Sele kusondele kubantu ukuba baphendule (ngezenzo zabo), lo gama bona betshikila, bengaqondi.
2. Akukho nkumbuzo intsha (isiTyhilelo) efikayo kubo esuka eNkosini yabo koko bona bayiphulaphula ngendlalo.
3. Ngeentliziyo zabo eziphambukileyo. Abo benza ububi bayazifihla iintetho zabo zasekhusini, (besithi), "Ingaba (lo Mprofeti) uyenye into engaphezulu kunokuba ngumntu njengani? Niza kuzinikela emilingweni nijongile na?"
4. Yena (uMuhammad) wathi, "INkosi yam Iyakwazi okuthethwa emazulwini nasemhlabeni, yaye Yona nguSokuva uSokubona."
5. Kodwa bathi, "(isiTyhilelo se'Kur'ân) yingxubevange yamaphupha obuxoki. Unotshe, uyiqambile! Nakanye yimbongi! Makeze nomqondiso njengabamandulo kaloku ababethunyiwe (benemiqondiso)."
6. Akukho nasinye isixeko kwezo Sazitshabalalisayo, esakholwayo ngaphambili kunabo, Ngoku ke baza kukholwa bona?
7. ASizanga ngaphambili kunawe Sithumele (nto yimbi) koko yayingamadoda eSawatyhilelayo. Ngoko ke buzani abantu benkumbuzo (isiBhalo iTorah, iVangeli) ukuba nina anazi.
8. Kananjalo aSizanga Sibadale (abaProfeti) ngemizimba engadli kudla bengazanga babe ngabantu abangafiyo.
9. Ukanti Sasizalisekisa kubo isithembiso. Sabasindisa bona ndawonye nabo Sathandayo (ukubasindisa), kodwa Sabatshabalalisa abenzi bobubi.
10. Inene Thina Sithumele iNcwadi (i'Kur'ân) kuni enenkumbuzo yenu. Ingaba aniyi kuqonda na?

Icandelo 2

11. Zingaphi khona izixeko ezazinogabadelo, eSazitshabalalisayo, Savelisa abanye abantu emveni kwazo?
12. Ke kaloku (abantu bazo) bathi besakuva iSohlwayo seThu, (bazama) ukusibaleka ngoko nangoko.
13. (Iingelosi zathi), "Sanukubaleka kaloku koko buyelani kobo bomi benu bobunewunewu (benibuphila), nasemizini yenu khon'ukuze nibuzwe."
14. Bathi bona, "Yeha kuthi! Inene, thina besingabenzi bobubi."
15. Eso sikhalo sabo asizanga siphele, Sada Sabenza banjengentsimi evuniweyo, batshabalala nya.
16. ASiwadalanga amazulu nomhlaba nako konke okuphakathi kuwo ukuba kube yindlalo.
17. Ukuba ngaba SaSifune ukuthabatha ukonwaba[1], ngeSakuthabatha koko kuvela kuThi, Ukuba SaSizimisele ukukwenza oko.
18. Ukusuka apho Sijula inyaniso ngokuchasene nobuxoki, ize ibutshabalalise, kaloku bona (ubuxoki) buyanyamala. Yeha kuni (ngobuxoki) enibubalela (kuAllâh)!
19. NgowaKhe nabani na osemazulwini nasemhlabeni. Yaye abo bakufuphi kuYe (iingelosi) abathintelwa yinkukhumalo ekuMnquleni Yena, bengadinwa nakudinwa (kukuMkhonza).
20. BaMzukisa ubusuku nemini yaye abaphezi.
21. Makube bazithabathele thixo bambi na emhlabeni (abakwaziyo) ukuvusa (abafileyo?)

1 Ukonwaba (21:17) kukuthabatha umfazi, nto leyo ikude lee ukuba ingenziwa nguAllâh njengoko imfuno yomfazi ihambelana neenkanuko zenyama, Abe yena uAllâh engeyonyama nagazi. Le nto iqaqambisa inyani yokuba uAllâh Akazelanga nyana ngokuba umntwana uzalwa ngendoda nomfazi. Nongazelwanga ngendoda nomfazi ukwadalwe nguAllâh, akazelwanga nguYe. UAllâh nguMdali, Akangomzali.

22. Ukuba ngaba (emazulwini nasemhlabeni) bekukho oothixo ngaphandle koAllâh, bebeya kutshabalala. Ngoko ke makazukiswe uAllâh, iNkosi yeTrone mayela noko bakubalela kuYe.
23. Yena Akabuzwa ngoko Akwenzayo, kodwa bona baza kubuzwa.
24. Okanye mhlawumbi bazithabathele thixo bambi na ngaphandle kwaKhe? Yithi (Muhammad), "Velisani ubungqina kaloku. Le ('Kur'ân) yinkumbuzo kwabo bakunye nam ikwayinkumbuzo kwabo bangaphambili kunam. Kodwa abaninzi kubo abayazi inyaniso, ngoko ke ngabachasi.
25. Kananjalo aSizanga Sithumele Mthunywa ngaphambi kwakho (Muhammad) koko Samtyhilela ukuba: akukho thixo wumbi ngaphandle kwaM, khonzani Mna ke.
26. Bathi, "USolubabalo Uzele unyana!" Makazukiswe Yena, ukanti bona abo kuthiwa ngoonyana baKhe, zizicaka zaKhe ezihloniphekileyo.
27. Bona (abo bazizicaka zaKhe) abathethi kuqala kunaYe de kuthethe Yena yaye benza ngokomyalelo waKhe.
28. Uyakwazi okungaphambili kubo, nokungasemva kwabo, ukanti angekhe bathethelele nabani na ngaphandle kwalowo Akholisekileyo nguye. Kananjalo bema phambi kwaKhe ngentlonipho ngenxa yokuMoyika Yena.
29. Ke kaloku nabani na kubo ongathi, "Inene mna ndinguthixo ngaphandle kwaKhe (uAllâh)," Lowo Singambuyekeza ngesiHogo. Sibabuyekeza kanjalo abagabadeli.

Icandelo 3

30. Ingaba abo bangakholwayo abaqondi na ukuba amazulu nomhlaba ayedityanisiwe eyinto enye. Saza Thina Sawahlukanisa, Senza yonke into ephilayo ngamanzi, kanti abayi kukholwa na?

31. Kananjalo Sibeke emhlabeni iintaba eziqinileyo, kuba hleze (umhlaba) ungcancazele nabo. Saza Senza apho iindlela ezinkulu ekuhanjwa ngazo khon'ukuze bakhokeleleke.
32. Ke kaloku Senza isibhakabhaka saba luphahla olukhuselekileyo, kodwa bona, kwimiqondiso yaso (isibhakabhaka) bayatshikila bafulathele.
33. Yaye nguYe Odale ubusuku nemini, nelanga nenyanga, nganye kuzo ijikeleza kwisijikelezisi sayo.
34. Kananjalo aSizanga senze namnye kubantu ukuba angafi ngaphambili kunawe (wena Muhammad). Ingaba usakufa wena baza kuphila ngonaphakade bona?
35. Wonke umntu uza kukungcamla ukufa, kananjalo Siya kwenza uvavanyo kuni ngokungendawo nangokulungileyo. Ukanti kuThi kulapho niza kubuyela khona.
36. Ke bona abo bangakholwayo xa bekubona, (Muhammad) abakuthatheli ntweni ngaphandle kokukugxeka, (besithi), "Ingaba lo ngulowo ukhankanya oothixo benu?" Ukanti bona xa kukhankanywa uSozinceba, abakholwa.
37. Umntu wadalwa waba sisingxami, (wangabi namonde). Ndiza kunibonisa ke imiqondiso yaM (impindezelo), ningaNdi ngxamisi.
38. Kananjalo bathi, "Siya kuba nini na esi sithembiso, ukuba nithetha inyaniso?"
39. Akwaba abo bangakholwayo bebelazi ixesha abangayi kukwazi ngalo ukubuyisa umva uMlilo ebusweni babo okanye emiqolo yabo kwanokuba abayi kuncedwa nakuncedwa.
40. Ukusuka apho liya kubafikela bengalindelanga, libamangalise, yaye abayi kukwazi ukulishenxisa, bengayi kumelwa nakumelwa.
41. Inene abaThunywa (abaninzi) bagculelwa ngaphambi kwakho (wena Muhammad) kodwa abagculeli (abo) baye barhangqelwa ngoko kugculela kwabo.

Icandelo 4

42. Yithi, "Ngubani na onganikhusela ebusuku okanye emini kuSozinceba?" kodwa bona bayayifulathela inkumbulo yeNkosi yabo.
43. Ingaba banabanye oothixo na ngaphandle kweThu abanokubakhusela? Abanawo amandla okubakhusela yaye abangekhe kwabona (abo thixo babo) bakhuseleke kuThi.
44. Nakanye, Thina Sinike ubunewunewu bobomi beli hlabathi kula madoda noyise bawo lada ixesha laya lisoluleka kubo. Ababoni na bona ukuba siya siwucutha ngokuwucutha umhlaba (ophantsi kolawulo lwabo) ngokwemida yawo? Ingaba ngabo na abaza kuba noloyiso?
45. Yithi (Muhammad), "Mna ndilumkisa kuphela ngesiTyhilelo (esivela kuAllâh) kodwa izithulu aziva xa zibizwa naxa zilunyukiswa.
46. Ke kaloku xa umfutho (nje) wesohlwayo seNkosi yakho unokubarheca, angekhe bangathi, "Yeha kuthi! Inene, thina besingabenzi bobubi."
47. Ke kaloku Siza kumisela izikali (zokumetwa) kwezenzo zobulungisa ngoMhla woVuko, yaye akukho bani uza kuphathwa ngentswelabulungisa nangantoni na (awayenzayo). Ke kaloku ukuba kuthe kwabakho ubunzima obungangobokhozo lwemostadi, Siya kubuzisa (ngaphambili). Sanele Sisedwa Thina ukufaka embuzweni.
48. Inene Thina Sanika uMûsâ noHârûn inqobo (yokwahlula phakathi kokulungileyo nokungalunganga), nokukhanya okukhazimlayo nenkumbuzo kumalungisa.
49. Abo bayoyikayo iNkosi yabo ngokungabonwayo, bona bayayoyika neYure[2].
50. Le ('Kur'ân) yinkumbuzo esikelelekileyo eSiyithumele phantsi (emhlabeni). Ingaba niza kuyala?

2 IYure (21:49) nguMhla woMgwebo.

Icandelo 5

51. Kananjalo inene Thina Sanika uIbrâhîm isiKhokelo sakhe mandulo, yaye Thina Sasisazi (kakhulu) ngaye.
52. Yabona wathi kutata wakhe nakubantu bakubo, "Yeyantoni na le mifanekiso iqingqiweyo nizinikele kangaka kuyo?"
53. Bathi bona, "Thina safumana oobawo bethu bekhonza yona."
54. Wathi yena, "Inene nina noobawo benu nanisekulahlekeni okucacileyo."
55. Bathi bona, "Ingaba wena usizele nenyaniso na, okanye ungomnye wabo bagculelayo kusini na?"
56. Wathi yena, "Nakanye ukusuka apho, iNkosi yenu yiNkosi yamazulu nomhlaba, Eyadala bona, mna ke mayela noko ndingomye wamangqina."
57. Ke kaloku (mna ndifunga) ngoAllâh, ndiya kuqulunqa icebo ngokuchasene nemifanekiso eqingqiweyo yenu nisakuba nimkile.
58. Wayaphula ke (loo mifanekiso iqingqiweyo) yaba ziingceba (yonke) kwashiyeka owona mkhulu kuyo, khona ukuze babuyele kuwo (ngemibuzo).
59. Bathi bona, Ngubani owenze le nto koothixo bethu? Inene yena ngomnye wabagabadeli."
60. Bathi, "Sikhe seva enye intwana ithetha ngokuchasene nabo, ebizwa ngokuba nguIbrâhîm."
61. Bathi, "Mziseni phambi kwamehlo wabantu, ukuze babe nobungqina."
62. Bathi, "Ingaba wena ungulo wenze le nto (imbi kangaka) koothixo bethu, hini na wena Ibrâhîm?"
63. Wathi yena, "Nakanye, ingasuka nje ibe ngulo umkhulu kunabo owenze loo nto, ngoko ke buzani kubo ukuba (bayakwazi) ukuthetha.
64. Ke kaloku bajongana bathi omnye komnye, "Inene nina ningabenzi bobubi."

65. Baphinda barhoxa (besithi) "Uyayazi nje (nawe) into yokuba ezi (zithixo) azithethi!"
66. Wathi yena, "Ke ngoku nina niyikhonza (njani) endaweni ka-Allâh into engenaluncedo ingekhe inenze bungozi konke-konke?"
67. Mkani nina nezo nto nizinqulayo ngaphandle koAllâh! Kanti aninangqondo na?"
68. Bathi bona, "Mtshiseni nincedise oothixo benu ukuba kukho into ekufuneka niyenzile.
69. Thina (SinguAllâh) Sathi, "Phola wena mlilo, usindise uIbrâhîm!"
70. Ke kaloku babefuna ukumonzakalisa, kodwa Thina Sabenza baba ngabona balahlekelwa kakhulu.
71. Samhlangula ke yena (uIbrâhîm) noLût Sabasa kwilizwe eSalithamsanqelisela indalo yonke.
72. Ke kaloku Sampha uIs-hâ'k (uIsake) nomzukulwana uYa'kûb (uYakobi) ngamnye kubo Samenza waba ngcwele.
73. Kananjalo Sabenza iinkokeli, bakhokela (uluntu) ngomyalelo weThu, yaye Satyhila kubo ukwenziwa kwemisebenzi elungileyo, ukumiselwa kwe*Salâh* nokunikelwa kwe*Zakâh* yaye babengabanquli beThu.
74. Ukanti uLût, Samnika ukugweba nolwazi, Samsindisa esixekweni esasisenza izenzo ezingcolileyo. Inene, bona babengabantu bokungcola, ababengalunganga.
75. Ke kaloku Samfaka encebeni yeThu. Inene, yena wayengomnye wamalungisa.

Icandelo 6

76. Yabona wathi uNûh esakukhala (kuAllâh) mandulo Samphendula, Samsindisa yena nosapho lwakhe kwisibetho esikhulu (unogumbe).

77. Kananjalo Samnceda yena (ukumkhupha) kubantu ababephika imiqondiso yeThu. Inene bona yayingabantu ababengcolile, ngoko ke Sabatshonisa (emanzini) bonke.
78. NoDâwûd (uDavide) noSulaymân (uSolomon) xa babenika isigwebo kwityala lentsimi eyadliwa zizimvu zabantu abathile ngobusuku; Thina ke SaSikho ekugwebeni kwabo.
79. Ke kaloku Samenza uSulaymân ukuba aliqonde ityala; ukanti ngamnye kubo Samnika ugwebo nolwazi. Kananjalo Senza iintaba ukuba (ziSidumise) kunye noDâwûd ndawonye neentaka. Kanti Saba ngabenzi (boko).
80. Thina Samfundisa (uDâwûd) ukwenziwa kwezigcina-sifuba (impahla yokulwa) khona ukuze nizikhusele kutshaba lwenu emfazweni. Ngoko ke ingaba niza kubulela?
81. Ukanti kuSulaymân Senza umoya ovuthuza ngamandla ukuba uhambe ngokomyalelo wakhe ukuya ngasemhlabeni esasiwusikelele. Yaye Thina Sazi zonke izinto.
82. Kanti kumashayâtîn (ooSathana) kwakukho lawo ayemntywilela[3] esenza neminye imisebenzi engaphandle kwalowo. Ke kaloku Thina SaSingabakhuseli bawo.
83. Kanti ke uAyyûbh (uYobhi), ukukhala kwakhe eNkosini yakhe (esithi), "Imbandezelo indifumene, Wena (Allâh) UnguSozinceba wabo banenceba."
84. Samphendula ke Thina, Sakususa oko kwakumthwaxa kuyimbandezelo. Sambuyisela kwakhona usapho lwakhe kunye nezinye izinto ezinjengezo, oko kwaba yinceba evela kuThi nenkumbuzo kubo bonke abo bakhonza Thina.
85. Kananjalo uIsmâ'îl (uIshmayeli), noIdrîs (uEnoki) noDthul-kifl (uIsaya): bonke babengabanye ababenomonde, (benyamezela).
86. Ke kaloku Sabangenisa encebeni yeThu. Inene bona babengabanye babenzi bokulungileyo.

3 Oku (21:82) kusenokuthetha ukuba ayeziindadi, ehlangula abantu nezinto ezitshone emanzini.

87. NoDthun-Nûn (uYûnus), ukuhamba kwakhe enomsindo, ecinga ukuba aSinamandla phezu kwakhe. Ke kaloku yena wakhala esithokothokweni sobumnyama (esiswini sentlanzi), (wathi), "Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKho (Allah); uzuko lolwaKho. Inene mna ndibe ngomnye wabenzi bobubi."
88. Samphulaphula ke Samsindisa embandezelweni. Siwasindisa kanjalo ke amakholwa.
89. NoZakariyyâ (uZakariya) ukukhala kwakhe eNkosini yakhe, "O Nkosi yam! Ungandiyeki ndindedwa (ndingenamntwana) Ekubeni ukuba Wena Uyeyona Ndlamafa Ilungileyo kwiindlamafa."
90. Samphendula ke kwisikhalo sakhe, Sampha uYahyâ (uYohane), Samphilisa umkakhe (wakwazi ukufumana umntwana) wakhe. Inene, bona babengxama ukwenza izenzo ezilungileyo, bethandaza kuThi benethemba noloyiko yaye kuThi babezinikele ngokuzithobileyo.
91. (Khankanya) nalowo wabugcinayo ubunyulu bakhe (uMaryam), Thina ke Savuthela okomoya wethu kuye[4] Saza Samenza yena nonyana wakhe baba ngumqondiso endalweni.
92. Inene esi sizwe senu sisizwe esinye yaye Mna ndiyiNkosi yenu, khonzani Mna ke.
93. Kodwa baqhekeka bahlukana phakathi kwabo ngokuphathelene nenkolo yabo. (Kanti) bonke baza kubuyela kuThi.

Icandelo 7

94. Ke kaloku lowo wenza izenzo ezilungileyo lo gama ekholwa, imizamo yakhe ayiyi kuphikwa, yaye inene Thina SingabaBhali bayo.

4 Oku (21:91) kuchaza indlela uMaryam umama ka'Isâ awakhawulwa ngayo unyana wakhe. Nakubeni kukho abanye abantu abathi le Vesi ayinanto yakwenza nokukhawulwa kukaMaraym, uxolo lube naye.

95. Akuvumelekanga nasiphi na isixeko kwesazitshabalalisayo ukuba zingaphinda zibuyele (ebomini) kwakhona[5].
96. Bade (abantu baka) Ya'jûj (uGogi) noMa'jûj (uMagogi) bonke bakhululwe baze behle kuzo zonke iinduli.
97. Ke kaloku isithembiso senene siza kuya sisondela, kananjalo niya kuwabona amehlo abangakholwayo ejamile ndlaa ngoloyiko (besithi), "Yeha kuthi! Inene thina zanga sikunanze oku, nakanye thina sasingabenzi bobubi."
98. Inene nina bangakholwayo noko nikunqulayo ngaphandle koAllâh, niya kuba ziinkuni (zoMlilo) wesiHogo yaye niya kungeniswa kuso.
99. Ukuba ngaba ezi zithixo bezingoothixo (bokwenyani) bebengazi kungeniswa kuso (isiHogo), kodwa bonke baya kuhlala apho kuso (ngonaphakade).
100. Kuso, apho baya kuphefumla ngesingqala (nencwina) ukanti phakathi apho abayi kuva nto (ngeendlebe).
101. Inene bona abo isithembiso somvuzo olungileyo sele besifumene, bona kuwo (uMlilo wesiHogo) baya kususwa babe kude lee.
102. Abayi kuva nesincinane isandi sawo (uMlilo wesiHogo), lo gama baya kuba behleli apho imiphefulo yabo inqwenela ukuhlala khona.
103. Uloyiko olukhulu (loMhla wokugqibela) aluyi kubaxhalabisa bona, yaye iingelosi ziya kudibana nabo, (zisithi), "Le yiloo Mini yenu enanithenjiswe ngayo"
104. IMini apho Siya kulisonga izulu libe ngathi liphepha lokubhala elisongwayo. Njengoko Saqala indalo yokuqala, Siya kuyiphinda kwakhona. Sisithembiso esisisibophelelo kuThi (eso). Inene, Thina Siya kukwenza oko.

5 Zivalelekile ukuba zingaphinda zibuyele kobu bomi zingenakuze ziphinde ziguquke nakuguquka (21:95).

105. Ke kaloku Sele Sibhalile eNcwadini (yeeNdumiso) emva kokuba sele kukhankanyiwe okokuba ihlabathi liya kudliwa ilifa zizicaka zaM ezingabenzi bokulungileyo.
106. Inene kule ('Kur'ân) kukho umyalezo kubantu bonqulo.
107. Kananjalo wena (Muhammad) aSikuthumelelanga nto yimbi ngaphandle kokuba ube yinceba kwi-'Alamîn (ebantwini bonke nakwindalo ngokubanzi).
108. Yithi, "Kutyhiliwe kum okokuba uThixo wenu nguThixo Omnye (jwi); ingaba ke nina ningawo amaMuslim?"
109. Kodwa ke ukuba bayatshikila bafulathele, yithi wena, "Mna ndiwuvakalisile (umyalezo) kuni nonke ngokulinganayo. Kananjalo andazi nokuba kusekude okanye sele kukufutshane na oko nithenjiswe ngako. (kusisohlwayo).
110. Inene Yena (uAllâh) Uyakwazi okuthethwayo, Ekwazi noko nikufihlayo (ezintliziyweni zenu).
111. Yaye andazi mna, mhlawumbi kusenokwenzeka ukuba kuthi kanti luvavanyo lwenu (olu) nolonwabo lwethutyana."
112. (UMprofeti) wathi yena, "Nkosi yam, gweba (phakathi kwethu) ngenyaniso. Kananjalo iNkosi yethu nguSolubabalo, lolwaKhe uncedo olufunwayo ngokuchasene noko nikuchazayo[6]."

6 Abakuchazayo (21:112) zizinto ezingeyonyani abazithetha ngoAllah besithi Yena Unonyana, Unguthixo oneziqu ezithathu. Njalo njalo, akuyonyani konke oko.

ISahluko 22
AL-HAJJ (UHAMBO OLUNGCWELE) 22

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Hini na nina bantu! Yoyikani iNkosi yenu. Inene ukunyikima kweYure yeyona nto imbi.
2. NgeMini eniya kuyibona ngayo, wonke umama oncancisayo uya kulibala ngokuncancisa kwakhe, yaye wonke omithiyo (ngaloo Mini) uya kuwisa phantsi (loo) mthwalo wakhe, uze ubone abantu bekwimo yokunxila, benganxilanga, kodwa siya kuba buhlungu isohlwayo sika-Allâh.
3. Ke kaloku phakathi kwabantu kukho lowo unamaphike ngokuphathelele kuAllâh, engenalwazi, elandela wonke uShaytân onobugwiliki.
4. Sele kumiselwe ngaye okokuba nabani na lowo ulandela yena uya kumlahlekisa yena yaye uya kumkhokelela kwisohlwayo seDangatya (loMlilo).
5. Hini na bantu! Ukuba ningaba neentandabuzo mayela noVuko, yazini okokuba Sanidala ngothuli, emva koko ngeqabaza lembewu yomntu, emva koko ngehlwili, nangesihlunu senyama, esinxalenye yaso ibumbekileyo, enye yaso ingabumbekanga khon'ukuze Sinibonise. Kananjalo Sihlalisa esibelekweni lowo Sithandileyo ixesha elithile, Size Sinikhuphe ngaphandle niziintsana, Siphinde sinikhulise khon'ukuze nifikelele exesheni lenu lokuvuthwa. Kananjalo phakathi kwenu kukho lowo uye athatyathwe kukufa (eselula) ukanti phakathi kwenu kukho lowo uye abuyiselwe ekwaluphaleni okuyimbandezelo, khon'ukuze angazi nento le. Ke kaloku niyawubona umhlaba uludlolo, kodwa uthi

SiSakuthulula imvula phezu kwawo uvuseleleke udumbe uhlume zonke (izinto) ezintle (zohlaza).

6. Oko kungenxa yokuba uAllâh: UyiNyaniso, yaye nguYe Onika ubomi kwabafileyo, ikwanguYe Onamandla ngaphezulu kwezinto zonke.
7. Inene yona iYure iyeza, akukho kuthandabuza ngayo; yaye inene, uAllâh Uza kubavusa abo basemangcwabeni.
8. Ke kaloku phakathi kwabantu kukho lowo uxoxayo ngoAllâh engenalo nolwazi okanye isiKhokelo, okanye iNcwadi emnika ukukhanya (evela kuAllâh).
9. Ejika intamo yakhe (ngekratshi) elahlekisa (abantu) eNdleleni ka-Allâh. Okwakhe kweli hlabathi lihlazo, yaye Siya kumenza angcamle isohlwayo soMlilo otshisayo ngoMhla woVuko.
10. (Kuya kuthiwa kuye), “Oku koko kwenziwa zizandla zakho ngokuba uAllâh Akazanga Wangabi nabulungisa kwizicaka (zaKhe).”

Icandelo 2

11. Kananjalo phakathi kwabantu kukho lowo unqula uAllâh emngciphekweni. Ukuba uthe wachukunyiswa kokulungileyo, uyaqiniseka (ukuMthemba uAllâh) kodwa athi esakufunyanwa yintshutshiso, bujike ubuso bakhe (ayilahle i-Islam). Yena ulahlekelwe kweli hlabathi nakuBomi oBuzayo. Oko ke yiyona lahleko icacileyo.
12. Yena ubiza koko kungekhe kumzuzise nto kungekhe kumonzakalise ngaphandle koAllâh, oko kukulahleka okugqithisileyo.
13. Yena ubiza kulowo ukonzakala kwakhe kusondeleyo kunenzuzo yakhe: hayi ukungcola komkhuseli (wakhe), hayi ukungcola kukagxa wakhe.

14. Inene uAllâh Uza kubangenisa abo bakholwayo benza izenzo ezilungileyo eMiyezweni ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo. Inene, uAllâh Wenza oko Akuthandileyo.
15. Nabani na lowo ucinga ukuba uAllâh Akanakumxhasa (uMuhammad) kweli hlabathi nakuBomi oBuzayo makolule intambo ibe nde iye kutsho emqadini, anqamle (umphefumlo wakhe), makajonge ke ukuba: ingaba loo nzame yakhe iza kukususa na oko kugqwagqwazela kwakhe (ngumsindo)!
16. Ngoko ke Siyithumele kanjalo (le 'Kur'ân) ukuba ibe ngumqondiso ocacileyo, Inene uAllâh Ukhokela lowo Athandileyo (ukumkhokela).
17. Inene, abo bakholwayo nabo babengamaYuda namaSabhiya namaKhristu nabanquli bomlilo nabo bayamanisa amahlulelane kuAllâh, uAllâh Uza kugweba phakathi kwabo ngoMhla woVuko. Inene uAllâh UliNgqina ngaphezulu kwezinto zonke.
18. Akuboni na okokuba kuAllâh kuqubuda wonke ubani osemazulwini nasemhlabeni, ilanga, inyanga, iinkwenkwezi, iintaba, imithi, izidalwa ezinyakazayo nabantu abaninzi? Kodwa ke kwabaninzi isohlwayo siya kufaneleka. Kananjalo lowo uya kuhlaziswa nguAllâh akuyi kubakho bani uya kumnika intlonipheko. Inene uAllâh Wenza Akuthandileyo.
19. Aba ke ngabachasi ababini abaphikisanayo ngeNkosi yabo. Kodwa abo bangakholwayo baya kuba sele bezisikele izambatho zoMlilo. Okuya kugalelwa ezintlokweni zabo iya kuba ngamanzi abuxulayo.
20. Ekuya kunyityilikiswa ngawo oko kuseziswini zabo ndawonye nezikhumba zabo.
21. Kananjalo baya kuba nezinti zeentsimbi abaza kubethwa ngazo.
22. Maxa onke bezama ukuphuncula apho entuthumbeni, baya kubuyiselwa kwakuyo, yaye (kuya kuthiwa), "Ngcamlani ke isohlwayo soMlilo oTshisayo!"

Icandelo 3

23. Inene uAllâh Uya kubangenisa abo bakholwayo benza izenzo ezilungileyo, eMiyezweni ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo. Baya kuhonjiswa apho ngezacholo zegolide nezeperile, kananjalo izambatho zabo apho ziya kuba yisilika.
24. Kaloku bona (ehlabathini) babekhokelwa ziintetho ezilungileyo yaye bona babekhokelwa kwindlela (ka-Allâh) Wokudunyiswa.
25. Inene abo bangakholwayo baze bathintele abantu (bangangeni) eNdleleni ka-Allâh naseMasjid al-*Harâm*, (iKa'bha) eSayenzela abantu (bonke) ngokulinganayo, abahlala kuyo nongowangaphandle. Ke kaloku lowo uthe wazimisela ukwenza ukungcolo ngaphakathi apho okanye enze ubugwenxa, Thina Siya kumenza angcamle isohlwayo esibuhlungu.

Icandelo 4

26. Khumbula ukuba Sabonisa uIbrâhîm isiza seNdlu eNgcwele (iKa'bha) (SiSithi kuye), "Ungayamanisi nantoni na kuM (uyinqule naM), kananjalo hlambulula iNdlu yaM (uyihlambululele) abo benza i*Tawâf*[1] ndawonye nabo bema ngeenyawo (bathandaze) nabo bagobayo baqubude kuyo.
27. Vakalisa ebantwini i*Hajji* (uHambo oluNgcwele; baya kuza kuwe ngeenyawo bekhwele zonke iinkamela ezinqinileyo yaye baya kuza bevela kuzo zonke iinyoba.
28. Khona ukuze babone iinzuzo kubo, bakhankanye kananjalo igama lika-Allâh ngeentsuku ezaziwayo ngoko Ababonelele ngako kuzizilwanyana (zeminikelo). Yidlani ke kuzo nondle nabaxhwalekileyo nabangamahlwempu.

1 I*Tawâf* (22:26) kukujikeleza iNdlu engcwele iKa'bha kasixhenxe xa umntu eze kunqula uAllâh kuyo.

29. Ke kaloku mabafezekise amaxanduva abo (e*Hajji*), benze izifungo zabo, bajikeleze umzi wakudala iKa'bha).
30. Knanjalo nabani na oxabisa izenzo (zonqulo) ezingcwele zika-Allâh kulunge kakhulu oko kuye emehlweni eNkosi yakhe. Kananjalo okuvumelekileyo kuni zizilwanyana ezitya ingca, ngaphandle kwezo zicengceleziweyo kuni[2]. Ngoko ke kuphepheni ukungcola kwezithixo niyiphephe nentetho ebubuxoki.
31. Tyekelani ngakuAllâh ningayamanisi nto kuYe. Lowo wayamanisa (izithixo) kuAllâh ufana nokuba uwe esibhakabhakeni waza waxhwilwa ziintaka okanye ngumoya wamthwala waya kumbeka ezantsi kwindawo ekude.
32. Ngoko ke lowo uxabisa imifuziselo (izenzo zonqulo) ka- Allâh inene, oko kusuka ebunyulwini beentliziyo.
33. Kuzo (izilwanyana zeminikelo) kukho iinzuzo zenu okwexesha elimisiweyo, emva koko ziye ziziselwe ukunikelwa eNdlwini yakudala (i*Harâm*, ummandla oNgcwele eMakkah).

Icandelo 5

34. Ke kaloku kwisizwe ngasinye Simisele amasiko enkolo, khon'ukuze apho kuwo bakhankanye igama lika-Allâh phezu kwesilwanyana (Yena uAllâh) Abanikele ukuba sibe kukudla kubo. Kananjalo uThixo wenu nguThixo oMnye, ngoko ke zinikeleni kuYe, kananjalo wena (Muhammad) nika iindaba ezivuyisayo kwabathobekileyo.
35. Abantliziyo zabo zizala luloyiko xa kukhankanywa uAllâh, baze babe nomonde ngoko kubathwaxayo, babe bengabamiseli be*Salâh*, nabo bachitha (kumalizo) oko Sibaphe kona.
36. Ke kaloku iinkamela neenkomo Sizonyulele nina njengeminye yemiqondiso ka-Allâh; kuzo apho kukho okulungileyo. Ngoko ke khankanyani igama lika-Allâh phezu kwazo xa zidweliselwe

2 Okucengceleziweyo (22:30) khangela kwisahluko 5:3

(ukunikezelwa); naxa sele zifile zilele ngamacala azo, yidlani ke kuzo, nondle nabasweleyo nongqibayo. Ngolo hlobo ke Sizenze zaba phantsi kwenu khona ukuze nibe nombulelo.

37. Asiyonyama yazo, ingelogazi lazo elifikelela kuAllâh, koko bubunyulu obuvela kuni obufikelelayo kuYe. Ngolo hlobo ke Sizenze zaphantsi kwenu ukuze niMenze Mkhulu uAllâh ngokunikhokela kwaKhe. Nika iindaba ezivuyisayo ke (Muhammad) kubenzi bokulungileyo.

38. Inene, uAllâh Uyabakhusela abo bakholwayo. Inene, uAllâh Akathandi namnye kwabanobungcatshi abangenambulelo kuAllâh.

Icandelo 6

39. Imvume yokulwa (ngokuchasene nabangakholwayo) inikiwe kwabo balwa ngenxa yokuba benziwe ubugwenxa; yaye inene, uAllâh Uyakwazi ukubanika uloyiso.

40. (Bona) ngabo baya bakhutshwa kumawabo kungengabulungisa kodwa ngenxa yokuba besithi,

"INkosi yethu nguAllâh." Kananjalo ukuba ngaba uAllâh Ebengaluleki abantu (ngokusebenzisa) abanye, bekuya kudilik imizi yokuhlala oonongendi, iicawa, iitempile zamaYuda, neemasjid apho igama lika-Allâh likhankanywa khona kakhulu (lidunyiswe). Kwaye uAllâh Uza kubaxhasa ngenene abo baMxhasayo. Inene uAllâh Unamandla yaye Mkhulu, Unobunganga.

41. Abo bathi xa Sibanike igunya emhlabeni, bamisele i*Salâh*, banikele nge*Zakâh* bayalele ukwenziwa kokulungileyo, balele okungalunganga. Kananjalo isiphumo sezinto (zonke) sesika-Allâh.

42. Kanti ke ukuba bayakuphikisa wena (Muhammad) benza njalo nabantu bakwaNûh, abakwa'Ad nabakwaThamûd ababengaphambili kunabo.

43. Nabantu bakwaIbrâhîm nabantu bakwaLût
44. Nabemi bakwaMidiyani. Kananjalo uMûsâ waye waphikwa, Ndaza ke Mna Ndalolula ulonwabo lwabangakholwayo; Ndabuya Ndabahlasela. Kwaba njani ukuba kubi ke ukubohlwaya kwaM!
45. Zingaphi izixeko eSazitshabalalisayo lo gama zazisenza ububi ke kaloku (kungoku nje) zawa zatshabalala. Kanti mangaphi) amaqula ashiywayo? (emangaphi) wona amabhotwe aphakamileyo (awayo?[3])
46. Abahamba-hambi na ehlabathini (babone), ingaba banazo iintliziyo zokuqiqa neendlebe zokuva? Inene ayingomehlo aye abe nobumfama, koko ziintliziyo ezisezifubeni eziye zibe nobumfama.
47. Kananjalo bakucela ukuba ukhawulezise ngesohlwayo! Ke Yena uAllâh Akasileli kwesaKhe isithembiso. Kananjalo inene imini (enye) eNkosini yakho injengeminyaka eliwaka yaleyo niyibalayo.
48. Zingaphi na izixeko eNdazimelayo (aNdazitshabalalisa) lo gama zazizinikele ebugwenxeni. Kodwa ekugqibeleni Ndazihlasela, Ukanti kukuM apho kuza kubuyelwa khona.

Icandelo 7

49. Yithi, “Hini na bantu, Mna ndinguMlumkisi ocacileyo kuphela kuni.”
50. Abo bakholiweyo benza izenzo ezilungileyo; okwabo luxolelo nembonelelo exabisekileyo.
51. Kodwa bona abo baya bazabalaza ngokuchasene neeVesi zeThu, (befuna) ukuzenza zingaphumeleli; abo ngamadlelane oMlilo wesiHogo.

3 Amabhotwe aphakamileyo (22:45) ekwakhutshwa kuwo ookumkani ababengaphakathi kwawo mandulo.

52. Kananjalo aSizanga Sithumele nawuphi na uMthunywa okanye umprofeti ngaphambili kunawe Singamthumeleli ukuba athi xa ethetha (okanye ecengceleza) uShaytân ajule (ukungaqondakali kwento ayithethayo). Kodwa uAllâh Uyakutshabalalisa oko kujulwa nguShaytân. Ke kaloku uAllâh Wenza iiVesi zaKhe zithi Ngqo. Yaye uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
53. Khon'ukuze Yena (uAllâh) Enze oko kujulwa nguShaytân kube luvavanyo kwabo bantliziyo zabo zinesifo (sobuhanahanisi) nabantliziyo zabo ziqaqadekileyo. Kananjalo, abenzi bobubi basekuphambukeni okukude (kakhulu).
54. Khon' ukuze abo banikwe ulwazi bazi okokuba (le 'Kur'ân) iyinyaniso evela eNkosini yakho, baze bakholwe kuyo, neentliziyo zabo zizinikele kuyo ngokuzithobileyo. Kananjalo inene, uAllâh nguMkhokeli wabo bakholwayo, (yaye) Ubakhokelela eNdleleni ethe Tye.
55. Abo bangakholwayo asokuze bayeke ukuba neentandabuzo ngayo (i'Kur'ân) kude kufike iYure ngequbuliso phezu kwabo, okanye bafikelwe sisohlwayo seMini ekungayi kuphinda kubekho busuku emva kwayo (uMhla woMgwebo).
56. Ulongamelo ngayo loo Mini luya kuba loluka-Allâh. Yena ke Uya kugweba phakathi kwabo. Abo bakholwayo benza izenzo ezilungileyo baya kuba seMiyezweni yolonwabo.
57. Ke bona abo bangakholwayo baphika nemiqondiso yeThu okwabo iya kuba sisohlwayo esihlazisayo.

Icandelo 8

58. Abo bafudukayo ngenxa ka-Allâh baza emva koko babulawa okanye babhubha, inene, uAllâh Uza kubabonelela ngembonelelo elungileyo. Yaye nguAllâh eneneni OngoYena Ulungileyo ukunika iimbonenelelo.

59. Inene,Yena Uya kubangenisa ngesango abaya kukholiseka lilo, yaye inene, uAllâh ngenene nguSolwazi, uSokunyamezela.
60. Oko (kunjalo). Yaye lowo uthe waphindisa ngokufana noko waviswa ubuhlungu ngako, aze aphinde kwakhona enziwe ububi, uAllâh Uya kumnceda ngenene yena. Inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
61. Oko kungenxa yokuba uAllâh Uguqula ubusuku bube yimini, Aguqule imini ibe bubusuku. Inene, uAllâh nguSokuva, uSokubona.
62. Oko kungenxa yokuba uAllâh Yena UyiNyaniso, ukanti oko babiza kuko ngaphandle kwaKhe bubuxoki, ngenxa yokuba uAllâh Uphakamile Mkhulu.
63. Akuboni na ukuba uAllâh Uthumela imvula ivela esibhakabhakeni uze umhlaba ube luhlaza? Inene uAllâh UnobuBele, Unolwazi.
64. KokwaKhe (konke) okusemazulwini nasemhlabeni, inene uAllâh sisiTyebi, sokudunyiswa.

Icandelo 9

65. Akuboni na ukuba uAllâh Wenze yaba ngaphantsi kwenu yonke into esemhlabeni neenqanawa zibaleka zinqumle ulwandle ngomyalelo waKhe? Kwanokuba Ubamba isibhakabhaka ukuba singawi phezu komhlaba, ngaphandle kwemvume yaKhe. Inene, uAllâh kubantu, Unobubele, nguSozinceba.
66. NguYe, Owaninika ubomi, noza kunenza nife, kwaye Usaya kuphinda Aninike ubomi kwakhona. Inene, umntu akanambulelo.
67. Kwisizwe ngasinye Siyalele iinkonzo zenkolo amabazenze. Ngoko ke (wena Muhammad) bona (abangakholwayo) mabangaphikisani nawe ngombandela (lowo weenkonzo) koko bamemele eNkosini yakho. Inene wena useNdleleni ethe Tye.

68. Ukuba bayaphikisana nawe ke, yithi, “UAllâh Wazi ngcono ngoko nikwenzayo.”
69. UAllâh Uza kugweba phakathi kwenu ngoMhla woVuko ngoko naniphikisana ngako.
70. Akwazi na wena ukuba uAllâh Uyakwazi konke okusemazulwini nasemhlabeni? Inene, (konke) kuseNcwadini. Inene kulula oko kuAllâh.
71. Banqula ngaphandle koAllâh oko Angabathobelanga gunya ngako, noko bangenalwazi ngako; yaye kubenzi bobubi akuyi kubakho mncedi.
72. Ke kaloku xa iiVesi zeThu ezicacileyo zicengcelezwa kubo, uya kuphawula ukuziphika ebusweni babo bangakholwayo! Bona kukancinane nje ukuba basuke bahlasele ngobubhovubhovu babo abo bacengceleza iiVesi zeThu kubo. Yithi ke “Ndinganixelela ngeyona nto imbi kunene kunaleyo? NguMlilo (wesiHogo) lowo uAllâh Athembise ngawo kwabo bangakholwayo, asisesibi ngako eso siphelo sohambo.”

Icandelo 10

73. Hini na nina bantu! Umzekeliso sele wenziwe, phulaphulani kuwo ke ngoko. Inene abo nibathandazayo ngaphandle koAllâh abasokuze badale (nento encinane engangayo) nempukane, enokuba bebengade bayihlanganele bonke. Kanti ukuba impukane ingeba intwanana encinane kubo, abangekhe bayifumane kuyo. Abanto yanto abo kuleqekwa emva kwabo nabo baleqa emvakwabo.
74. AbaMxabisanga uAllâh ngexabiso eliMfaneleyo. Inene uAllâh, Unamandla, Unobungangamsha.
75. UAllâh Ukhetha izithunywa kwiingelosi. Nakubantu. Inene uAllâh nguSokuva, uSokubona.
76. Uyakwazi okungaphambili kubo, nokungemva kubo. Kananjalo kuAllâh kubuyela zonke izinto.

77. Hini na nina bakholwayo! Qubudani phantsi nikhonze iNkosi yenu, nenze okulungileyo khon'ukuze niphumelele.

78. Zabalazani kananjalo eNdleleni ka-Allâh njengoko nifanele ukuzabalaza. Yena Unikhethile yaye yena Akanenzelanga bunzima enkolweni. (Ngapha koko le) yinkolo katata wenu, uIbrâhîm. Yena wanithiya ukuba ningamaMuslim kwamandulo (kwiziBhalo zamandulo) nakwesi (siTyhilelo) khon'ukuze uMthunywa abe liNgqina phezu kwenu, nize nina nibe ngamagqina phezu kwabantu. Ngoko ke yenzani i*Salâh*. Ninikele nge*Zakâh* nibambelele nkqi kuAllâh. Yena nguMlondolozi wenu; kananjalo nguYena Mkhuseli, Mhle noYena Mncedi, Ugqibeleleyo.

Isiqendu 18

ISahluko 23
AL-MU'MINÛN (AMAKHOLWA) 23

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Abaphumeleleyo (ngokwenene) ngamakholwa.
2. Abo benza i*Salâh* yabo ngokuzithobileyo.
3. Nabo bazikhwebulayo kwintetho engamampunge.
4. Nabo bahlawula i*Zakâh* (rhoqo).
5. Nabo balondoloza iindawo zabo ezinqabileyo ekungcoleni.
6. Ngaphandle kwakubafazi babo okanye kwabo izandla zabo zokunene zibabambileyo, kuba ngenene bona abayi kubekwa tyala.
7. Kodwa lowo ufuna okungaphaya kunoko, abo ke ngabagabadeli.
8. Ke bona abo bathembakalayo kwizithembiso zabo nakoko bakugcinisiweyo,
9. Nabo balondoloza ii*Salâh* zabo.
10. Abo ke ngabona zindlalifa zokwenyani,
11. Abaza kuyidla ilifa i*Firdaws* (iPaladesi). Bona baya kuhlala apho ngonaphakade.
12. Kananjalo inene Thina Samdala umntu ngodongwe olukhethekilyo.
13. Emva koko Sambeka eliqabaza lembewu yomntu kwindawo ekhuselekileyo (isibeleko somfazi).
14. Saza emva koko Senza iqabaza (elo) lembewu yomntu laba lihlwili elinamathelayo. Saphinda Senza (elo) hlwili linamathelayo laba ligaqa (lesihlunu), Saza Senza egaqeni (elo) amathambo; Saza Sawagquma amathambo ngenyama; Saphinda Samphuhlisa waba sesinye isidalwa. Ngoko ke Usikelelekile uAllâh, Ongoyena Mdali Ugqibeleleyo kubadali.

15. Ukanti inene emva koko nisaza kufa.
16. Kananjalo inene nina, ngoMhla woMgwebo, niza kuvuswa.
17. Yaye Sidale phezu kwenu amazulu asixhenxe, ukanti aSizanga Thina Singabi nalwazi ngendalo (yeThu).
18. Ke kaloku Sithumele imvula phantsi isuka esibhakabhakeni ingomlinganiselo ometiweyo, ize ihlale emhlabeni. Kanti ke Siyakwazi nokuyithabatha imke.
19. Kananjalo Sinenzele ngayo imiyezo yemithi yesundu nezidiliya ezineziqhamo ezininzi enizityayo.
20. Kananjalo (Sihlumise) umthi ophuma kwintaba yeSinayi ovelisa ioli neziqholo (zokutya) kwabatyayo.
21. Inene kuni ezilwanyaneni zemfuyo kukho isifundo (kuzo). Sinipha ukuba nisele koko kuvela eziswini zazo, yaye okwenu kuzo apho zizinto ezininzi eziyinzuzo kuni ukanti kwakuzo apho niyadla.
22. Ke kaloku apho ngazo nangeenqanawa niyathwalwa.

Icandelo 2

23. Thina Sathumela uNûh kubantu bakubo, wathi (kubo), "Hini na bantu bakuthi! Khonzani uAllâh! Aninaye omnye uthixo ngaphandle kwaKhe. Ingaba animoyiki na?
24. Kodwa iinkosi zabantu bakubo ezo zingazanga zikholwe, zasuka zathi, "Uyintoni na lo (uNûh) ngaphandle kokuba ngumntu njengani? Yena ufuna ukuzenza mkhulu kuni. Ukuba uAllâh Ebethandile, Ebeza kuthumela iingelosi. Asizanga khe siyive thina into enje koobawo mkhulu bethu bamandulo.
25. Inene yena (akanto yimbi) ngaphandle kokuba yindoda ethwaxwe yimpambano, khanikhe nimlinde ithutyana."
26. UNûh wathi, "O Nkosi yam! Ndincede kuba bayandiphika mna."
27. Ke kaloku Satyhila kuye (Sathi), "Yakha inqanawa phantsi kwaMehlo eThu naphantsi kwesityhilelo seThu, Usakufika

umyalelo weThu ke ngoko namanzi sele edyudyuza kwi*oven*, wothabatha, ungenise kuyo (inqanawa) uhlobo ngalunye (ezidalweni), inkunzi nemazi nosapho lwakho, ngaphandle kwabo ilizwi seliphumile ngokuchasene nabo. Kananjalo uze ungathethi naM ngabo benza ubugwenxa; inene bona baza kurhaxiswa ngamanzi (bafe).

28. Usakuba ukhwele enqanaweni, wena nabo bakunye nawe, uze uthi, "Iindumiso zonke mazibe kuAllâh Osisindisileyo kubantu abenza ubugwenxa."
29. Uthi kananjalo, "Nkosi yam! Ndenze ndizinze endaweni esikelelekileyo yokuzinza, kuba Wena UngoYena Ulungileyo kwabazinzisi."
30. Inene kuko oku, kukho imiqondiso, Yaye inene Thina Singabavavanyi.

31. Icandelo 3

32. Emva kwabo savelisa isizukulwana sabanye (abantu).
33. Ke kaloku Sathumela uMthunywa phakathi kwabo ophuma phakathi kwabo. Esithi, "Khonzani uAllâh; aninathixo wumbi ngaphandle kwaKhe; ingaba aniyi kuMoyika na?"
34. abahloniphekileyo phakathi kwabantu bakubo ababengakholwa, bephika indibano yakuBomi oBuzayo lo gama Sasibaphe ubutyebi kubomi basemhlabeni bathi, "Uyintoni na lo ngaphandle kokuba yindoda efana nani? Udla (ukutya) oko nikudlayo nani ukanti usela oko nikuselayo nani."
35. Ke ngoko ukuba nikhe nathobela indoda efana nani, inene niya kuba ningabalahlekelwa.
36. Ingaba unithembisa ngokuba nisakuba nifile sele niluthuli namathambo niza kubuyiswa (niphile kwakhona)?
37. Kuxa iphi, kuxa iphi loo nto nithenjiswe ngayo (iMini yoMgwebo)?

38. Akukho nto (injalo) ngaphandle kobomi bethu beli hlabathi! Siyafa, siphile! Yaye asizi kuvuswa.
39. Kuphela yena yindoda eziqambele ubuxoki ngoAllâh, yaye asiyi kukholwa kuye thina."
40. Wathi yena, "O Nkosi yam! Ndincede kuba bayandiphika mna."
41. (UAllâh) Wathi, "Kungekudala baza kuzisola ngokuqinisekileyo."
42. Isohlwayo (sona) sababamba ngenyaniso, Saza Sabenza bangathi yinkunkuma yezityalo. Ngoko ke kude lee nabantu abenza ubugwenxa.
43. Emva kwabo Savelisa ezinye izizukulwana.
44. Akukho Sizwe singadlulisela ixesha laso phambili kunexesha laso (esilibekelweyo) singekhe sililibazise nokulilibazisa.
45. Ke kaloku Sathumela abathunywa beThu ngokulandelelana. Maxa onke kufika esizweni umThunywa waso babemphika, ke ngoko Sabenza ukuba balandelelane (kwintshabalalo), kananjalo Sabenza imbali. Ngoko ke kude lee nabantu abangakholwayo.
46. Emva koko Sathumela uMûsâ nomntakwabo uHârûn, nemiqondiso yeThu negunya elicacileyo.
47. kuFir'awn neenkosi zakhe, kodwa babekhukhumele bengabantu abanempakamo.
48. Bathi, "Singakholelwa abantu ababini abafana nathi lo gama abantu bakubo bezizicaka zethu?"
49. Babaphika ke ngoko baza baba ngabo batshatyalaliswayo.
50. Inene Thina Samnika uMûsâ isiBhalo khon'ukuze mhlawumbi bakhokeleleke (ngaso).

Icandelo 4

51. Kananjalo Senza (u'Îsâ), unyana kaMaryam nomama wakhe baba ngumqondiso. Sabenzela umnquba okumhlaba ophakamileyo owenziwe wathi tyaba namanzi ampompozayo.
52. Hini na nina baThuynywa, yidlani izinto ezilungileyo uAllâh Azenze zavumeleka (kuni), nenze izenzo ezilungileyo. Inene, Mna Ndiyakwazi enikwenzayo.
53. Kananjalo esi sizwe senu, sisizwe esinye (samaMuslim), yaye Mna NdiyiNkosi yenu, Yoyikani Mna ke."
54. Kodwa bona (abantu) bayahlulahlula inkolo yabo phakathi kwabo yaba ziimvaba ngeemvaba, imvaba nganye ivuyela oko inako.
55. Bayeke ekudidekeni kwabo njalo kude kube (leloo) xesha.
56. Ingaba bacinga ukuba oko Sibandisele ngako ebutyebini nasebantwaneni
57. Kungenxa yokuba Thina siyababhuduzelela ngezinto ezilungileyo? Eneneni bona abaqondi.
58. Inene bona abo banoloyiko lweNkosi yabo baya kusizeleka;
59. Nabo bakholwayo kwiivesi zeNkosi yabo;
60. Nabo bangayamanisi mahlulelane eNkosini yabo;
61. Nabo banikela ngoko banikela ngako, iintliziyo zabo zinoloyiko lokuba baza kubuyela eNkosini yabo
62. Ngabo ke abangxamayo ngezenzo ezilungileyo, yaye bayagqwesa (kunabanye ekwenzeni izenzo ezilungileyo).
63. Thina ke aSithwalisi (mthwalo) emntwini ngaphandle kwalowo anokumelana nawo ukanti kuThi kukho iNcwadi ethetha inyaniso; abayi kwenzelwa intswela bulungisa.
64. Kodwa iintliziyo zabo (abangakholwayo) zisekudidekeni mayela nako oku, yaye ngaphandle koku banezenzo zabo (ezingalunganga) abazenzayo.
65. De Sibahlasele abazizityebi phakathi kwabo ngesohlwayo, kuya kuba kanye bakhale (kuAllâh bekhalela) uncedo.

66. (Kuya kuthiwa kubo), "Musani ukukhala namhlanje. Inene aniyi kuncedwa SiThi.
67. IiVesi zaM zazisele zicengceleziwe kuni, kodwa nina nazifulathela nazizela ngezithende zenu.
68. Nazikhukhumalela zona, nincokola ngobusuku, nithetha ukungcola.
69. Ingaba abacamngcisisanga na ngelizwi (i'Kur'ân), okanye kufike kubo oko kungazanga kufike koyisemkhulu mandulo?
70. Okanye babengamazi na uMthunywa? Ke ngoko bona ngokubhekiselele kuye abamamkeli.
71. Okanye bathi, "Kukho impambano kuye? Nakanye, ukusuka apho yena wabazela nenyaniso, kodwa uninzi lwabo inyaniso luyichasile.
72. Kodwa ukuba inyaniso ibinokungqamana neminqweno yabo, inene amazulu nomhlaba naye wonke ubani olapho ebeya kutshabalala. (Ukusuka apho) Thina Sibazisele umyalezo wabo, kodwa bona bayawutshikilela umyalezo wabo.
73. Okanye wena (Muhammad), ubabiza intlawulo na? Kodwa umvuzo weNkosi yakho nguwona ulungileyo, yaye Yena (uAllâh) nguYena Mniki ulungileyo kubaniki.
74. Ke kaloku wena inene ubamemele eNdleleni ethe Tye.
75. Kodwa inene abo bangakholwayo kuBomi oBuzayo balahlekile eNdleleni.
76. Kananjalo enokuba beSinokubenzela iNceba Sibasusele oko kuphezu kwabo kusisohlwayo, bebeza kuthi gqolo ukugabadela, bafathule ngobumfama.
77. Ke kaloku Sibathe xhakamfu ngesohlwayo, kodwa abazanga bayigobele iNkosi yabo (uAllâh), bengazanga bazithoba nakuzithoba.

Icandelo 5

78. Side Sibavulele isango lesohlwayo esibuhlungu! Xa belapho kuso baya kuxhwaleka (bangabi nathemba).
79. NguYe Onidalele ukuva nokubona neentliziyo (zokuqiqa); kuncinane eninombulelo ngako.
80. NguYe Onandisileyo ehlabathini yaye kukuYe apho niza kuqokelelwa khona.
81. Kananjalo nguYe Onika ubomi Enze ukufa, ikwanguYe Ojika ubusuku bube yimini. Ingaba aniyi kuqonda ke?
82. Nakanye, bona batsho izinto ezifana nezo zazisitshiwo ngabamandulo.
83. Bathi, "Ingaba xa sele sifile, sele singumhlaba namathambo, siza kuphinda sivuswe ngenyaniso?
84. Sakuthenjiswa nje oko thina noobawo mkhulu bethu ngaphambili; oku akuyonto (yimbi) ngaphandle kokuba ziintsomi zabantu bakudala"
85. Yithi, (Muhammad), "Ngokabani na umhlaba noko kuphakathi kuwo, ukuba nini abaziyo?
86. Baza kuthi bona, "Ngoka-Allâh." Yithi wena, "Ingaba ke ngoku aniyi kukhumbula?"
87. Yithi, "Ngubani iNkosi yamazulu asixhenxe noyiNkosi yeTrone eNkulu?"
88. Baza kuthi bona, "Zezika-Allâh." Yithi wena, "Ingaba ke nina anizi kuMoyika uAllâh?
89. Yithi, "Lukwesikabani iSandla ulongamelo lwezinto zonke inguYe nje Okhuselayo lo gama kungekho bani unokukhuselwa ngokuchasene naYe xa ngaba phofu niyazi?"
90. Baza kuthi bona, "Lukwesika-Allâh." Yithi, "Nina ke nikhohliswe yintoni?"
91. Ukusuka apho Thina Sibazele nenyaniso, eneneni ngabo amaxoki.

92. UAllâh Akazelanga nyana, kungazanga kwabakho omnye uthixo okunye naYe Yena. (ukuba bekukho omnye uthixo okunye naYe) uthixo ngamnye ebeza kuthabatha konke okudalwe nguye, ukanti abanye kubo bebeza kufuna ukongamela abanye. Uzuko malube kuYe Yena Uphakamile koko bakubalela (kuYe).

Icandelo 6

93. (Yena) nguMazi wokungabonwayo nokubonwayo, ngoko ke Yena Uphakamele phezulu koko bakwayamanisa (naYe).
94. Yithi, "Nkosi yam ukuba Ungandibonisa oko bathejiswe ngako (kusisohlwayo),
95. Nkosi yam Ungandenzi ndibe kunye nabantu abenza ubugwenxa.
96. Kananjalo inene, Thina Siyakwazi ukukubonisa oko Sibathembise ngako.
97. Phindisa okungcolileyo ngokulungileyo, Thina Sizazi kakuhle izinto (ezingcolileyo) abazithethayo.
98. Kananjalo yithi, "Nkosi yam! Ndifuna ukhuseleko ngaWe ekungcoleni kokusetyezwa ngamaShayâtîn (ooSathana).
99. Ndifuna ukhuseleko kananjalo ngaWe, Nkosi yam! Kuba hleze basondele kum."
100. De ukufa kufikele omnye wabo (abo bayamanisa amahlulan kuAllâh), az (aqale) athi, "Nkos yam! Ndibuyisele emva (ebomini),
101. Khon'ukuze ndiye kwenza okulungileyo koko ndakushiya ngasemva!" Unotshe! Lilizwi nje elo alithethayo; kwaye emva kwabo (abafileyo) kukho i*Bharzarh* (umsantsa) kude kube yiMini abaya kuvuswa ngayo.
102. Ke kaloku lisakuvuthelwa iXilongo, akuyi kubakho kuzalana phakathi kwabo ngaloo Mini, bengayi kubuzana (omnye ngomnye.)

103. Abo ke izenzo zabo (ezilungileyo) ziya kubanzima esikalini, ngabaphumeleleyo.
104. Ke bona abo izenzo zabo ezilungileyo ziya kufumaniseka zilula, ngabo abaya kulahlekelwa yimiphefumlo yabo, esiHogweni kulapho baya kuhlala khona.
105. UMlilo uya kubatshisa ubuso babo, baze apho babe zintlini-ntlini.
106. (Kuya kuthiwa kubo), "Azanga zicengcelezwe na iiVesi zaM kuni naza nina naziphika?"
107. Baya kuthi bona, "Nkosi yethu ukungcola kwethu kwasongamela, inene thina sasingabenzi bobugwenxa.
108. Nkosi yethu Sikhuphe apha. Ukuba sikhe saphinda sabuyela (ekungcoleni), siya kuba ngokwenene singabenzi bobubi."
109. UAllâh Uya kuthi, "Hlalani apho, nidelekile, ningathethi naM."
110. Inene kwakukho iqela lezicaka zaM ezaya zathi, 'Nkosi yethu, thina sikholiwe, sixolele ke ngoko ube nenceba kuthi, yaye Wena Ungoyena Unenceba kwabo banenceba.'
111. Kodwa nina nabathatha ngokubagculela nada nalibala ngenkumbulo yaM, yaye nanidla ngokubahleka nina!
112. Inene Mna Ndibabuyekezile naMhlanje ngokunyamezela kwabo, inene bona bangabona baphumeleleyo.
113. Yena (uAllâh) Uya kuthi, "Mingaphi iminyaka enayihlala emhlabeni?"
114. Baya kuthi bona, "Sahlala imini enye okanye inxalenye yemini. Buza kwabo babhala phantsi (bagcina iziganeko)."
115. Yena (uAllâh) Uya kuthi, "Anihlalanga, koko ibe ilixeshana elincinane, ukuba benisazi!
116. Nanicinga ukuba Sanidalela imfeketho na [Singenanjongo, (nicinga)] nokuba anizi kuphinda nibuyiselwe kwakuThi?"
117. Ngok k makaphakanyisw uAllâh, uKumkani wokwenene. Akakho omnye uthixo ngaphandle kwaKhe, iNkosi yeTrone eHloniphekileyo!

118. Nabani na ke obiza komnye uthixo ngaphandle koAllâh angenabungqina ngaye (loo thixo wakhe), ityala lakhe lowo liseNkosini yakhe. Inene abangakholwayo abayi kuphumelela.
119. Ke wena (Muhammad) yithi, "Nkosi yam, ndixolele, Ube nenceba (kum) yaye Wena UngoYena Unenceba kwabanenceba."

ISahluko 24
AN-NÛR[1] (UKUKHANYA) 24

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. (Esi) sisahluko se'Kur'ân eSisithumele phantsi, Saza Senza (okuphakathi kuso) kwaba sisinyanzelo, Saza kananjalo Satyhila phakathi kuso iiVesi ezibubungqina obucacileyo ukuze nikhumbule.
2. Owasetyhini (ongatshatanga) okanye oyindoda (ongatshanga). Ofunyenwe enetyala lokwabelana ngesondo, mtywatyusheni ngamnye kubo bobabini imivumbo elikhulu, kananjalo ningathatyathwa lusizi ngabo enkolweni ka-Allâh ukuba ngaba (phofu) niyakholwa kuAllâh nakwiMini yokuGqibela. Kananjalo makubekho iqela lamakholwa aza kuba ngamangqina ngesohlwayo sabo.
3. Umkrexezi akamtshati (omnye umntu) ngaphandle kongumkrexezikazi okanye umkhonzikazi wezithixo, kanti (naye) umkrexezikazi akatshatwa mntu ngaphandle komkrexezi okanye umkhonzi wezithixo. Ke kaloku (ukutshata) abo (banjalo) abavumelekanga kwabakholwayo.
4. Abo batyhola abafazi abanyulu (ngokukrexeza bexoka) baze bangezi namangqina amane; batywatyusheni ngemivumbo engamashumi asibhozo ningaphindi namkele bungqina kubo nanini na emva koko. Yaye abo ngabenzi bobubi.

1 Igama 'Nûr', lithetha ubuqaqawuli, ukukhazimla, ukukhanya, okanye ukubengezela njl-njl. Nakubeni kunjalo igama 'ubuqaqawuli' ligama elibhekiswa kukukhanya kuka-Allah okanye ukukhanya okuye kube phezu kwabangcwele, ngelishwa ke abantu banamhlanje abanalwazi ngento ekuthiwa bubuqaqawuli ngoko ke kunyanzeleka ukuba sisebenzise eliqhelekileyo endaweni yalo.

5. Ngaphandle kwabo baguqukayo emva koko bazilungise, Inene, uAllâh nguMxoleli, nguSozinceba.
6. Abo batyhola abafazi babo (ngokukrexeza) babe bengenamangqina ngaphandle kweziqu zabo ke kaloku ingqina lakhe ngamnye kubo (iya kuba) kukungqina kane (befunga) ngoAllâh okokuba, ngenene, yena lowo (ufungayo) ungothetha inyaniso.
7. Isifungo sesihlanu sona (iya kuba) kukuba isiqalekiso sika-Allâh sibe phezu kwakhe ukuba ngaba ufumaniseke engomnye wamaxoki.
8. Kodwa ke oko kuya kuthintela isohlwayo kuye (owasetyhini) ukuba uthe wanika ubungqina kwaba kane (efunga) ngoAllâh ukuba ngenene yena (oyindoda yakhe) ungothetha ubuxoki.
9. Esesihlanu (isifungo) iya kuba kukuba ingqumbo ka-Allâh ibe phezu kwakhe (umfazi lowo) ukuba yena (oyindoda) uthetha inyaniso.
10. Ukuba bekungekho ngenxa yobubele buka-Allâh kuni nenceba yaKhe (beniza kohlwaywa). Inene uAllâh nguMamkeli, wenguquko, nguSobulumko.

Icandelo 2

11. Inene, abo beza nezityholo beliqela eliphakathi kwenu. Musani ukucinga ukuba kubi oko kuni; ukusuka apho kulungile kuni kuba wonke umntu kubo uya kuzuza oko akusebenzeleyo kusisono. Ke yena othe wathabathela kuye isahlulo esikhulu saso (eso sono) okwakhe sisohlwayo esikhulu.
12. Kwakutheni na ukuyiva kwenu (into enje) amakholwa namakholwakazi angacingi kakuhle ngeziqu zawo (oko kukuthi, omnye ngomnye) athi, “Esi sityholo (sobubuxoki) esicaceleyo?”
13. (Kwakungani na ukuba (abo babehambisa iindaba zokunyelisa) bangavelisi amangqina amane ngayo (le nto)? Ke kaloku ukuba

ngaba abavelisi mangqina, ngabo kanye phambi koAllâh abangamaxoki.

14. Kananjalo ukuba bekungekho ngenxa yoBabalo luka-Allâh kuni nenceba yaKhe kweli hlabathi nakuBomi oBuzayo, beniya kufunyanwa sisohlwayo esikhulu ngenxa yabo obo (buxoki) enanibandakanyeka kubo.
15. Ekubusasazeni kwenu (obo buxoki) ngamalwimi enu, nathetha ngemilomo yenu eningenalwazi ngako, nicinga ukuba yinto engengakanani leyo kanti phambi koAllâh yayiyinto enkulu.
16. Kananjalo kwakutheni ukuyiva kwenu ningathi, "Ayikokwethu ukuthetha ngayo le nto. Umkhulu Wena (Allâh); le yintlebendwane enkulu?"
17. UAllâh Uyanilumkisa ngokuchasene nokubuyela kwisimilo esifana nesi, nanini na ukuba ningamakholwa.
18. Kananjalo uAllâh Wenza zicace kuni iiVesi (zaKhe) kwaye uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
19. Inene abo bathanda ukuba ukuziphatha ngokungcolileyo kusasazeke (okanye kuthiwe pahaha) phakathi kwabo bakholwayo, baya kufumana isohlwayo esibuhlungu kweli hlabathi nakuBomi oBuzayo. Yaye uAllâh Uyazi, nina ke anazi.
20. Kwaye ukuba bekungekho ngenxa yobu Bele buka-Allâh nenceba yakhe kuni, (uAllâh ngenohlwayile) kodwa uAllâh nguMnini mfesane, nguSozinceba.

Icandelo 3

21. Hini na nina bakholwayo! Ningalandeli ikhondo likaShaytân. Nabani na ke kuni olandela ikhondo likaShaytân, inene yena (uShaytân) uyalela ukungcola nokwenziwa kobugwenxa. Kananjalo ukuba bekungekho ngenxa yobuBele buka-Allâh nenceba yaKhe kuni, bekungayi kubakho namnye kuni obeza kuhlambuluka, kodwa Yena uAllâh uhlambulula lowo Athande (ukumhlambulula), yaye uAllâh nguSokuva, nguSolwazi.

22. Kananjalo abo bababalwe ngobutyebi phakathi kwenu mabangafungeli ukuba abanakunika (luncedo) kwizizalwana zabo, amahlwempu, nabo bashiya amakhaya abo ngenxa ka-Allâh. Mabaxolele, banyamezele. Anithandi na ukuba uAllâh Anixolele nina? Yena ke uAllâh nguMxoleli, nguSozinceba.
23. Inene abo batyhola abafazi abanyulu, abangacingi (nokucinga) ngokuchukumisa ubunyulu babo bekwangawo namakholwa, baqalekisiwe kobu bomi nakuBomi oBuzayo, yaye okwabo iya kuba sisohlwayo esikhulu.
24. NgeMini apho amalwimi abo, izandla zabo neenyawo zabo ziya kungqina ngokuchasene nabo ngoko bakwenzayo.
25. Ngayo loo Mini, uAllâh Uya kubahlawula ngokugcweleyo umvuzo wabo (obafaneleyo), yaye baza kwazi okokuba nguAllâh OyiNyaniso ecacileyo.
26. Abafazi abangahlambulukanga ngabamadoda angahlambulukanga, namadoda angahlambulukanga ngawabafazi abangahlambulukanga. Ukanti abafazi abanyulu ngabamadoda anyulu, namadoda anyulu ngawabafazi abanyulu. Abo (banyulu) bamsulwa mayela noko kuthethwayo ngabo (ziintlebi). Okwabo luxolelo lwezono neembonelelo ezixabisekileyo.

Icandelo 4

27. Hini na nina bakholwayo, Musani ukungena ezindlwini ezingezizo ezenu ngaphandle kokuba niqinisekile ngokwamkeleka (kuzo), kananjalo bulisani abangaphakathi (apho). Kokona kulungileyo oko kuni; mhlawumbi niya kukhumbuzeka.
28. Ke kaloku ukuba anifumani mntu ngaphakathi apho, musani ukungena apho nide ninikwe imvume. Ukanti ukuba kuthiwe kuni, buyelani apho benivela, buyelani ke apho benivela.

Bobona bunyulu obo kuni. Yaye uAllâh nguMazi woko nikwenzayo.

29. Akukho sono kuni ngokungena ezindlwini ezingahlelwanga ngabantu ekukho kuzo apho inzuzo kuni. Kananjalo uAllâh Uyakwazi oko nikuvezayo noko nikufihlayo.

30. Xelela amakholwa namakholwakazi ukuba ehlise ukujonga kwawo (izinto ezithile)[2], anonophele kananjalo iindawo zawo ezinqabileyo. Obo bobona bunyulu kubo. Inene uAllâh Uyakwazi oko bakwenzayo.

31. Kananjalo xelela amakholwakazi ukuba ehlise ukujonga kwawo izinto (ezithile), anonophele iindawo zawo ezinqabileyo, angaqhayisi ngezihombiso zawo ngaphandle koko kufanele ukuba kuvele kuwo, kananjalo makabeke izigqubuthelo zawo ziwathi wambu ukuya kutsho ezifubeni zawo, angaqhayisi ngezihombiso zawo (ubuhle bawo) ngaphandle kwakubayeni bawo, ooyise bawo, oobawozala bawo, oonyana bawo, oonyana babayeni bawo, kubanakwawo, oonyana babanakwawo, oonyana boodade bawo, nakubafazi bawo abo izandla zawo zokunene zibabambileyo (amakhoboka), nabo baqeshwa babo bangamadoda angenazinkanuko zasondo (amathenwa), nabantwana abangekabi nalwazi ngeendawo ezinqabileyo zabasetyhini, kananjalo mabangabethi unyawo (xa behamba) besenzela ukuba kubonwe oko bakufihlileyo kuzizihombiso zabo. Kananjalo nibuyele kuAllâh ngenguquko, ninonke, hini na nina makholwa, khon'ukuze niphumelele.

32. Kananjalo tshatani abangatshatanga phakathi kwenu nabangabenzi bokulungileyo kumakhoboka

2 Ukuhlisa (24:30) kwamakholwa ukujonga izinto ezithile kuthetha ukuba oyindoda makangathi ntsho amehlo akhe ngeenkanuko kowasetyhini ongengowakwakhe engesiso nesizalwana sakhe. Kanti naye owasetyhini akuvumelekanga ukuba ajonge oyindoda ngeenkanuko. Oku kukwathetha nokuthi umntu makangathandi ukubukela izinto ezifana nemiboniso bhanyabhanya yamanyala, nabantu abahamba ze.

namakhobokazana. Ukuba ngaba bangamahlwempu, uAllâh Uza kubatyebisa ngokuphuma kubuBele baKhe, yaye uAllâh Ubanzi Unolwazi.

33. Abo bangafumani ndlela ngokwasezimalini yokutshata mabazigcine benyulu, Ade uAllâh Abanike kubuBele baKhe. Nabo bangamakhoboka enu bafuna ukutyikitya (amaxwebhu okukhululeka ebukhobokeni); bavumeleni batyikitye abo izandla zenu zokunene zibabambileyo. Ke kaloku yenzani isibhambathiso nabo ukuba niyayazi into yokuba kukho okulungileyo kubo nibaphe kananjalo kubutyebi buka-Allâh Aniphe bona. Kananjalo ningawanyanzeli amakhobokazana enu enze ubuhenyu (athengise ngemizimba), xa efuna ubunyulu, (nibe nina) nifuna iinzuzwana zokwexeshana zobomi balo mhlaba. Ke kaloku ukuba ubani uye wawanyanzela (amakhobokazana lawo), inene uAllâh, (kuwo)[3] emva kokunyanzelwa kwawo, nguMxoleli, nguSozinceba.

34. Kananjalo ngenene Thina Sithumele kuni iiVesi ezicacileyo nemizekelo yabo bagqithayo ngaphambili kunani nesilumkiso kwabo bamoyikayo uAllâh.

Icandelo 5

35. UAllâh kukukhanya kwamazulu nomhlaba. Umzekelo wokukhanya kwaKhe unjengegolonxa ekukho phakathi kwalo isibane; isibane sona siphakathi eglasini, iglasi engathi yinkwenkwezi emhlophe buperile elunyekwe (kwi-oli) yomthi womnquma osikelelekileyo, ongengowaseMpuma ingengowaseNtshona, o-oli yawo ephantsela ukukhanyisa nokuba ayilunyekwanga ngomlilo. Ukukhanya phezu kokukhanya. UAllâh Ukhokelela ekukhanyeni kwaKhe lowo

3 UAllâh (24:33) Uya kuba nenceba kumakhobokazana anyanzelisiweyo ukuba athengise ngemizimba yawo.

Athande (ukumkhokelela). Yaye uAllâh Wenza imizekelo ebantwini, kananjalo uAllâh nguMazi wezinto zonke.

36. Ezindlwini (zonqulo iimasajid) uAllâh Azivumeleyo ukuba zakhiwe, apho kuzo igama laKhe liyakhunjulwa, Uyadunyiswa apho ngeentseni nangeemvakwemini okanye ngamarhatya,

37. (IGama lika-Allâh likhunjulwa lidunyiswe) ngamadoda angaphambukiswayo lurhwebo nakukushishina kwinkumbulo ka-Allâh nokwenza i*Salâh* nokunikela nge*Zakâh*. Bona boyika iMini iintliziyo namehlo ziya kubhedululwa. (ngenxa yovalo).

38. Ke kaloku uAllâh Uza kuwavuza kangangezona zenzo zawo zilungileyo, Aze abongeze nangaphezulu kunoko ngokuvela kuBabalo lwaKhe. Yaye uAllâh Upha lowo Athande (ukumpha) ngaphezulu kunomlinganiselo.

39. Ke bona abangakholwayo izenzo zabo zinjengenkohliso kwiintlango ezinentlabathi, athi umntu onxaniweyo acinge ukuba ngamanzi, (ahambe) ade aye kufika kuwo, angafumani nto, afumane uAllâh phambi kwakhe yaye uAllah Uza kumbuza (ngezenzo zakhe) kananjalo uAllah Uyakhawuleza ukufaka embuzweni.

40. Okanye (izenzo ezo zabo) zinjengobumnyama obukulwandle olunzulu, olugqunywe ngamaza, phezu kwawo ngamanye amaza, phezu kwawo ngamafu (amnyama), yaba bubumnyama phezu kobumnyama: athi ukuba umntu wolula isandla sakhe, angakwazi ukusibona! Ke kaloku lowo uAllâh angamenzelanga kukhanya, akanakukhanya.

Icandelo 6

41. Awuboni na wena (Muhammad) okokuba uAllâh, Uzukiswa nguye wonke osemazulwini nasemhlabeni naziintaka ngamaphiko eziwavulayo? Nganye kuzo iyayazi indlela yayo yokuMkhonza nokuMzukisa yaye uAllâh Wazi konke ezikwenzayo.

42. Kananjalo bobuka-Allâh ubukumkani bamazulu nomhlaba, yaye kuAllâh kulapho kuza kubuyelwa khona.
43. Akuboni na ukuba uAllâh Uqhuba amafu ngobunono, Aze awahlanganise, Aphinde Awenze imfumba eyalekeneyo, uze wena ubone imvula iphuma ivela phakathi kwawo. Yaye Yena Uthoba esibhakabhakeni, isichotho esivela kwiintaba zomkhenkce, Abethe ngaso lowo Athande (ukumbetha) Asishenxise kuye nabani na lowo Athande (ukusishenxisa) kuye. Ukulanyaza kombane kuphantse kuthabathe ukubona kwamehlo (abo).
44. UAllâh Uguqula ubusuku nemini. Inene kuloo nto kukho isifundo kwabo babonayo.
45. UAllâh Udale yonke into ephilayo ngamanzi. Yaye kuzo apho kukho ezo zirhubuluza ngezisu zazo, kuze kwakuzo apho kubekho ezo zihamba ngeenyawo zazo ezimbini, kanti nezo zihamba ngamanqina amane. UAllâh Udala oko Akuthandileyo. Inene yena uAllâh Uyakwazi ukwenza izinto zonke.
46. Inene Thina Sithumele (kule 'Kur'ân) iiVesi ezicacileyo. Yaye uAllâh Ukhokelela lowo Athandileyo (ukumkhokelela) eNdleleni ethe Tye.
47. Kodwa bona (abahanahanisi) bathi, "Sikholiwe kuAllâh nakuMthunywa, yaye siyathobela"; lize iqela labo ligwilike emva koko. Abo ke abangawo amakholwa.
48. Kananjalo xa bebizelwa (kwilizwi) lika-Allâh noMthunywa waKhe ukuba kugwetywe phakathi kwabo, ngoko nangoko iqela elithile kubo liyatshikila (lale).
49. Kodwa ukuba ngawabo amalungelo (ekuza kuthethwa ngawo), beza kuye ngentobeko.
50. Ingaba banesifo ezintliziyweni zabo na? Okanye baneentandabuzo? Okanye boyikisela ukuba uAllâh hleze Abe nentswelabulungisa kubo okanye uMthunywa waKhe? Kodwa ngabo nje abangabenzi bobubi (neentswela bulungisa)!

Icandelo 7

51. Intetho ekukuphela kwayo yamakholwa (okwenene) xa ebizelwa kuAllâh nakuMthunywa waKhe ukuba kugwetywe phakathi kwawo iba kukuthi, “Siyeva, sithobele.” Abo baphumelele.
52. Ke kaloku lowo uthobela uAllâh noMthunywa waKhe, amoyike uAllâh, aMhlonele, abo ngabaphumeleleyo.
53. Kananjalo bafunga ngoAllâh (besithi) ukuba ungabayalela, bangaya phambili (edabini). Yithi wena, “Musani ukufunga. (Intobeko) yenu (engekhoyo) iyaziwa. Inene uAllâh Ukwazi kakuhle oko nikwenzayo.”
54. Yithi, “Thobelani uAllâh nithobele uMthunywa; kodwa ukuba nithe najibilika, ke yena (umthunywa) unoxanduva loko kuthwaliswe yena, nibe nani ninoxanduva loko kuthweliswe nina. Kanti ukuba niyaMthobela Yena, niya kukhokeleleka. Ukanti akukho mthwalo (wumbi) kuMthunywa ngaphandle (koxanduva) lokuvakalisa umyalezo ocacilelyo (ka-Allâh.)”
55. UAllâh Ubathembisile abo bakholwayo phakathi kwenu, benza nezenzo ezilungileyo okokuba Yena ngokwenene Uza kubanika ukungena esikhundleni (ngolawulo) emhlabeni njengoko wabanikayo abo bangaphambili kubo. Kwanokuba ngenene Uza kubamisela inkolo yabo Ayikhethele bona yaye ngokwenene Uza kubafakela ukhuseleko emva koloyiko lwabo ngenxa yokuba bona banqula Mna, abayamanisi mahlulelane kuM. Kodwa lowo ungakholwayo emva koko abo ngabadeleli abangenantobeko bokwenene.
56. Yenzani i*Salâh* ninikele nge*Zakâh* nithobele uMthunywa khon’ukuze nizuze ukwenzelwa inceba.
57. Ningaze nicinge ukuba abangakholwayo babangela ukungaphumeleli kuAllâh emhlabeni. Ikhaya labo liya kuba nguMlilo. Asisesibi ngako isiphelo (sabo) sohambo!

Icandelo 8

58. Hini na nina bakholwayo, abo izandla zenu zokunene zibabambileyo nabo bangekafikeleli exabisweni lobudala phakathi kwenu mabacele imvume yenu [phambi kokuba bangene kumagumbi wenu (okulala) Mabankqonkqoze] kube kathathu: phambi komthandazo wasekuseni naxa nikhulule iimpahla zenu niza kulala emva kwemini nasemva komthandazo wangokuhlwa. (La) ngamaxesha amathathu enu okuba umntu abe yedwa bucala. Akuyi kubakho sono kuni nakubo (kumaxesha) angaphaya kwala, kuba kakade bona baqhele ukuhamba-hamba phakathi kwenu ngokusebenzisana kwenu nabo. Wenza njalo ke uAllâh ukucacisa kwaKhe iiVesi zaKhe kuni yaye uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
59. Xa abantwana benu befikelela exabisweni lobudala mabacele imvume (maxa onke) njengoko abo bangaphambili kunabo babesenza. Wenza njalo ke uAllâh ukucacisa iiVesi zaKhe kuni; yaye uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
60. Ke kaloku kubafazi abasele begqithile kwixabiso lokuya exesheni abangasenamdla wakutshata akukho gxeke kubo ngokubeka bucala iingubo zabo abazithi wambu ngaphezulu xa [bephuma ngaphandle kwemizi yabo (kodwa)] mabangabonisi ngezihombiso zabo. Ngenxa yokuzihlonipha mabangakwenzi oko. kokona kulungileyo oko kubo. Yaye uAllâh Uyeva, Uyazi.
61. Akukho tyala koyimfama kungekho tyala nakosisilima kungekho tyala nakogulayo kanti nakuni buqu (akukho tyala) ukuba nidla ezindlwini zenu okanye kwizindlu zootata benu okanye kwizindlu zoomama benu okanye kwizindlu zabantakwenu, okanye kwizindlu zoodadewenu okanye kwizindlu zoobawokazi benu, okanye kwizindlu zoodadobawo benu, okanye kwizindlu zoomalume benu, okanye kwizindlu zoomakazi benu, okanye kwizindlu izitshixo zazo zikuni (okanye kwizindlu) zabahlobo benu. Akukho sono kuni

nokuba nidla kunye na okanye ngokwahlukeneyo. Kodwa xa ningena ezindlwini, bulisanani ngombuliso woxolo4 umbuliso ovela kuAllâh, osikelelekileyo nolungileyo. Wenza njalo ke uAllâh ukucacisa iiVesi zaKhe kuni khon'ukuze niqonde.

Icandelo 9

62. Amakholwa okwenene ngabo bakholwa kuAllâh noMthunywa waKhe kuphela, naxa bedibana naye ngemicimbi eyinzuzo kuye nakubo, bangahambi bengacelanga mvume kuye kuqala. Inene, abo bacela imvume yakho, wena (Muhammad) abo ngabo bakholwa (ngokwenene) kuAllâh nakuMthunywa waKhe. Ke kaloku xa becela imvume kuwe ngemicimbi eyiyeyabo, banike. Nika imvume kulowo uthande ukumnika kubo uze ubacelele itarhu kuAllâh. Inene uAllâh nguMxoleli yaye Unenceba.
63. Musani ukwenza ukubiza kwenu uMthunywa kube njengokubizana kwenu. UAllâh sele Ebazi abo baphambukayo, befihlwa ngabanye. Kananjalo mabalumke abo bakreqayo kumyalelo wakhe (uMprofeti), hleze ishwangusha libabethe kungenjalo (bafunyanwe) sisohlwayo esibuhlungu.

1 Umbuliso woxolo kukuthi (24:61): Assalâmu 'alaykum (uxolo malube nani)

64. Inene, kokuka-Allah (konke) okusemazulwini nasemhlabeni. Uyakwazi oko niphezu kwako, Eyazi neMini abaza kubuyiselwa ngayo, yaye Uza kubaxelela ngoko bakwenzayo. Kananjalo uAllâh nguMazi wezinto zonke.

ISahluko 25
AL-*FUR'KÂN* (INQOBO) 25

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Usikelelekile loWo Wathumela i*Fur'kân*[1] (yokwahlula phakathi kokulungileyo nokungalunganga) kwisiCaka saKhe (uMuhammad) khon'ukuze abe nguMlumkisi kwindalo (yonke).
2. Yena loWo ubukumkani bamazulu nomhlaba ibobaKhe, Ongazelanga nyana Engazanga waba nahlakani kubumkani baKhe. Odale into nganye Wayilinganisela ngomlinganiselo oyifaneleyo.
3. Kodwa bazithabathele thixo bambi ngaphandle kwaKhe (uAllâh) abangadalanga nto, lo gama kwabona (aba thixo babo) bedaliwe, abanabo (nobunjani) ubungozi bengenayo nenjani inzuzo eziqwini zabo. Abanawo amandla okwenza ukufa nobomi novuko.
4. Kananjalo abo bangakholwayo bathi, "Le ('Kur'ân) ayinto yimbi ngaphandle kokuba bubuxoki, yena uyiqambile yaye abanye abantu bamncedisile kuyo." (Batsho) besenza intswela bulungisa nobuxoki.
5. Kananjalo bathi, "Ziintsomi zabantu bakudala azibhale phantsi, yaye uzifundelwa ekuseni nangokuhlwa."
6. Yithi (Muhammad), "Ityhilwe nguYe Owazi (zonke) iimfihlelo ezisemazulwini nasemhlabeni. Inene Yena nguMxoleli, uSozinceba."
7. Kananjalo bathi, "NguMthunywa onjani lo utya ukutya, ahamba hambe ezimarikeni? Kutheni kungathunyelwa ngelosi kuye ukuze ibe nguMlumkisi kunye naye?"

1 I*Fur'kân* (25:1) yi'Kur'ân eZukileyo.

8. Kungenjalo athotyelwe uvimba (ovela emazulwini) okanye kubekho isitiya (amana) ukudla kuso?" Kananjalo abagabadeli bathi,

"Nina (maMuslim) anilandeli nto (yimbi) ngaphandle (kokulandela) indoda ethakathiweyo.

9. Khawubone ke (Muhammad) izinto abakufanisa nazo; kodwa bona balahlekile, yaye angekhe bayifumane iNdlela.

Icandelo 2

10. Usikelelekile Yena loWo ukuba Ebethanda Ebengakwenzela okuhle ngaphezulu kunoko, iMiyezo ekumpompoza imilambo phantsi kwayo, Akwenzele namabhotwe[2].
11. Kodwa bayayiphika iYure, yaye Silungiselele abo baphika iYure idangatya (loMlilo).
12. Yabona xa (uMlilo) ubabona besekwindawo ekude, baya kuwuva umsindo wawo nomgqumo (wawo).
13. Ke kaloku xa bephoswa kwindawo emxinwa, bebotshwe ngamatyathanga, baya kukhala isijwili apho bekhaliswa yintshabalalo.
14. (Kuya kuthiwa kubo), "Musani ukukhaliswa yintshabalalo enye namhlanje, koko khaliswani yintshabalalo enkulu (kunale)."
15. Yithi, "Ingaba kokona kulungileyo oko na okanye nguMyezo wanaphakade ekuthenjiswe ngawo abo bamoyikayo uAllâh?" Uya kuba ngowabo ke njengomvuzo nesiphelo sohambo lwabo.
16. Okwabo iya kuba koko bakunqwenelayo, baphile ngonaphakade. KuseNkosini yakho apho isicelo sesithembiso sinokwenziwa khona.
17. NgeMini apho Aya kubaqokelela ndawonye kunye nezo nto babezinqula ngaphandle koAllâh. Uya kuthi kuzo, "Nini

2 Amabhotwe okanye ibhotwe (25:10) yimizi okanye umzi wekumkani.

na aba balahlekisa ezi zicaka zam okanye zizo ngokwazo na ezaziphambukelayo eNdleleni ethe Tye?"

18. Ziya kuthi zona, "Uzuko malube kuWe Wena! Yayingekokwethu ukuba sithabathe abakhuseli ngaphandle kwaKho, koko Wena Wanika bona nootata babo ulonwabo bada balibala ngesilumkiso, baza baba ngabantu abatshabalalayo."
19. Ngoko ke (abo thixo benu bobuxoki) baza kuniphika, kuloo nto niyithethayo, Yaye anisokuze nisibuyisele umva (isohlwayo) okanye (nifumane) luncedo. Ke kaloku nabani na owenza intswela bulungisa phakathi kwenu Thina Siya kumenza angcamle isohlwayo esikhulu.
20. Ke kaloku aSizanga Sithumele ngaphambili kunawe nabani na kubaThunywa owayengatyi kutya, ahamba-hambe ezimarikeni, kananjalo Senze abanye kuni ukuba babe luvavanyo kwabanye. Ingaba niya kuba nako na ukunyamezela nina? Ukanti iNkosi yenu Ihlala Ibona.

Icandelo 3

Isiqendu 19

21. Abo bangenathemba lakudibana naThi bathi, "Kwakutheni na ukuba kungathunyelwa iingelosi kuthi, okanye singayiboni iNkosi yethu?" Bona ngokwenene baya baba nenkukhumalo ngeziqu zabo baza badelela ngendelelo enkulu.
22. NgeMini abaya kuzibona ngayo iingelosi akuyi kubakho ndaba zivuyisayo ngaloo Mini kuzo izaphula-mthetho, yaye (iingelosi) ziya kuthi, "(Makubekho) umsantsa wokuvala (phakathi kwethu nabo[3])."

3 Umsantsa wokuvala phakathi kwabakholwayo nabo bangakholwanga (25:22), kuya kungena kuphela abo bavumayo ukuba laa ilâha illallâh (akukho thixo wumbi ngaphandle koAllâh).

23. Ke kaloku Siya kukuthabatha oko bakwenzayo kuzizenzo zabo Size Sikwenze kube njengothuli kuphaphatheke (kuthi shwaka).
24. Amadlelane asePaladesi wona ngaloo Mini, aya kuba sentlalweni elungileyo nendawo elungileyo yokuphumla.
25. NgeMini apho izulu liya kwahlukaniswa livuleke linamafu, zize iingelosi zithunyelwe phantsi ngokushiyana (kwazo ngokwezikhundla).
26. Ulongamelo lokwenene ngaloo Mini luya kuba lolukaSolubabalo. Yaye kwabangakholwayo iya kuba yiMini yobunzima.
27. NgeMini apho Umenzi wobubi aya kuluma izandla zakhe. Uya kuthi, "O, (Madoda) akwaba ndandizithabathele iNdlela (eNgqalileyo) noMthunywa.
28. Yeha kum! Akwaba ndandingamthathanga ubanibani ukuba abe ngumhlobo wam osenyongweni!
29. Inene yena undilahlekisile kwinkumbulo (i'Kurân) emveni kokuba ifikile kum. Kwaye uShaytân ngumtyesheli womntu ngeyure yokuxakeka."
30. Ke yena uMthunywa wathi, "O Nkosi yam! Inene, abantu bam bayithabatha le 'Kur'ân (njengento) yokungahoywa.
31. Ke kaloku Senzele umProfeti ngamnye utshaba oluphuma phakathi kwezaphula-mthetho. Kodwa Yanele iNkosi yakho Iyodwa ukuba ibe nguMkhokeli noMncedi.
32. Abo bangakholwayo bathi, "Kutheni na i'Kur'ân ingatyhilwanga kuye yonke ngaxeshalinye?" (oko kunjalo) khon'ukuze Someleze intliziyo yakho ngayo (Muhammad) yaye Siyityhile kuwe iziziqendu ngeziqendu.
33. Akukho mzekelo okanye umzekeliso abeza nawo kuwe Singakuziseli nyaniso nengcaciso epheleleyo (ngawo).
34. Abo baza kuqokelelwa ngobuso babo basiwe esiHogweni, abo ngabona bakwimo emaxongo ngakumbi yaye balahleke kakhulu eNdleleni.

Icandelo 4

35. Kananjalo Sanika uMûsâ isiBhalo Samenzela umntakwabo uHârûn ukuba abe ngumncedisi wakhe.
36. Sathi (kubo), "Hambani nobabini niye kubantu abaphike imiqondiso yeThu." Saza Sabatshabalalisa ngentshabalalo ebhubhisayo.
37. Nabantu bakwaNûh, ukuphika kwabo abaThunywa, Sabatshonisa emanzini, Sabenza umzekelo eluntwini. Yaye Silungiselele abenzi bobubi isohlwayo esibuhlungu.
38. Kanti nabakwa-'Ad nabakwaThamûd, nabanini bequla nezizukulwana ezininzi phakathi kwabo.
39. Kananjalo (kwisizukulwana) ngasinye Senza imizekelo (ukuba ibe zizilumkiso), yaye ngasinye kuzo Sasitshabalisa (safa) nya.
40. Ke kaloku babesele begqithagqithile ngakwidolophu (yoMprofeti uLût) ekwathululwa phezu kwayo imvula engcolileyo[4]. Ingaba abangakholwayo ababoni na? Yeha kubo! Kaloku babengalindelanga luvuko.
41. Ke kaloku xa bekubona wena (Muhammad) bakuthabatha njengento yokuhlekisa (besithi), "Ingaba lo ngulowo uAllâh amthumele njengoMthunywa?
42. Ebeza kuphantsela ukusilahlekisa koothixo bethu, ukuba ngaba ibingeyiyo into yokuba sinomonde sithe rhoqo (ukubakhonza)." Kodwa baza kwazi xa bebona isohlwayo, ukuba ngubani na olahleke kakhulu eNdleleni.
43. Ingaba umbonile na lowo uzithabathele iminqweno yakhe ukuba ibe nguthixo wakhe? Ungaze ube nguye umlondolozi wakhe wena?
44. Okanye ucinga okokuba uninzi lwabo luyeva okanye luyaqiqa? Bona banjengeenkomo yeha, bona balahleke nangakumbi (kuneenkomo) eNdleleni.

4 Imvula yomlilo (25:40) ithetha amatye omlilo athululwa phezu kweSodom neGomora.

Icandelo 5

45. Ingaba ubonile na ukuba iNkosi yakho Isolula njani na isithunzi. Ukuba Ibithanda, Ibingasuka isenze sime ngxishi Kodwa Senze ilanga laba ngumkhokeli waso.
46. Size Silibambe kuThi ngokubamba okulula.
47. Kananjalo nguYe Onenzela ubusuku bube sisigqumathelo, nokulala ibe kukuphumla, Aze Enze imini ibe kukuvuka (kwenu).
48. NguYe Othumela imimoya ibe zizanduleli zeendaba ezilungileyo, ihamba phambi kwenceba yaKhe (imvula); yaye Sithoba amanzi ahlambulukileyo esuka esibhakabhakeni.
49. Khon'ukuze ngawo Sinike ubomi emhlabeni ofileyo, Size Sinike iinkomo nabantu abaninzi eSabadalayo (basele kuwo).
50. Kananjalo inene Thina Siwahlulahlulile (amanzi emvula) phakathi kwabo khon'ukuze bakhumbuzeke, kodwa abaninzi kubo (akukho nto bayamkelayo) ngaphandle kokungakholwa.
51. Kanti ke ukuba SaSithandile ngeSathumela uMlumkisi[5] kwidolophu nganye.
52. Ngoko ke ungabathobeli abangakholwayo, zabalaza kananjalo ngokuchasene nabo ngayo (i'Kur'ân), ibe ngumzabalazo omkhulu.
53. Kananjalo nguYe Okhulule ngaxeshalinye iilwandle ezimbini (iintlobo zamanzi ezimbini) olunye (lunamanzi) amnandi olunye (lunamanzi) anetyuwa nakrakra, Waza phakathi kwawo Wafaka umsantsa ongagqithekiyo.

5 UMlumkisi (25:51) nguMprofeti ka-Allâh kodwa ke uAllâh Wakhetha ukuthumela uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, ukuba ibe nguye uMlumkisi, umphaphamisi wokugqibela kubo bonke abantu bomhlaba naphi naphi na apho bakhoyo. Loo nto ithetha ukuthi wonke umntu othi ungumProfeti kodwa wazalwa emva koMuhammad, ulixoki loo mntu, abantu mabangamkholelwa.

54. Kananjalo NguYe Owadala umntu ngamanzi, Waza Wamenzela izizalwana nezalamane nomtshato. Yaye iNkosi yakho Inamandla.
55. Kodwa bakhonza ezinye izinto enzingengoAllâh ezingekhe zibazuzise nto okanye zibenze bungozi, yaye umhedeni wasoloko echasene ngokuselubala neNkosi yakhe.
56. Kananjalo aSikuthumelelanga nto yimbi ngaphandle kokuba, ube ngumvakalisi weendaba ezilungileyo noMlumkisi.
57. Yithi, "Andiniceli ntlawulo ngayo (i'Kur'ân), kuphela (endikufunayo) kukuba othandayo akwazi ukuthabatha iNdlela eya eNkosini yakhe."
58. (Wena ke Muhammad) beka ithemba lakho kuloWo Uphila ngonaphakade, Ungafiyo, uMzukise ngendumiso yaKhe. Yaye Wanele Yena Eyedwa ukuba Abe nguMazi wezono zezicaka zaKhe.
59. Yena loWo Wadala amazulu nomhlaba nako konke okuphakathi kwawo ngeentsuku ezintandathu. Waza Waphakamela ngentla kweTrone (yaKhe) uSozinceba, ngoko ke buza Yena Owaziyo (Muhammad).
60. Ke kaloku xa kusithiwa kubo, "Qubudani ku*Rahmân* (uSolubabalo)", bathi bona, "Yintoni u*Rahmân?* Kanti usiyalela ngantoni na?" Kuze oko kubongezelele inkcaso.

Icandelo 6

61. Usikelelekile loWo Wabeka esibhakabhakeni iinkwenkwezi ezinkulu Waza Wabeka kananjalo apho isibane nenyanga ekhazimlayo.
62. Kananjalo nguYe Owenze ubusuku nemini ukuba zilandelelane Esenzela nabani na onqwenela ukukhumbula (akhumbule) okanye onqwenela ukuba nombulelo (abulele).

63. Ke kaloku izicaka zikaSozinceba ngabo bahamba phezu komhlaba ngokuzithobileyo, ze bathi xa bethethiswa ngqwabalala ngabasweli kuqonda batsho amazwi oxolo bona.
64. Nabo bachitha inxalenye yobusuku kunqulo lweNkosi yabo bequbudile, bemi nangeenyawo.
65. Nabo bathi, "Nkosi yethu, shenxisa isohlwayo sesiHogo kuthi. Inene isohlwayo saso sinamathela umphelo."
66. Inene sona singcolile ukuba sibe yindawo yokuhlala.
67. Abo bathi xa benikela kumalizo bangadyakrazi bengenabugqolo, koko babe phakathi kwezo (meko zimbini).
68. Nabo bangabizi nakuwuphi na omnye uthixo bamdibanise noAllâh, bangabulali abantu uAllâh Angavumelanga ukuba babulawe, ngaphandle kokuselungelweni, abangakrexeziyo, (abangajoliyo) nabani na ke owenza loo nto uza kusifumana isohlwayo.
69. Isohlwayo siya kuphindwa kabini ngoMhla woVuko yaye uya kuhlala apho ehlazekile.
70. Ngaphandle kwabo, baguqukayo bakholwe, benze izenzo ezilungileyo; okwabo kukuba uAllâh Aguqule izono zabo zibe zizenzo ezilungileyo, kananjalo uAllâh nguMxoleli, USozinceba.
71. Lowo uguqukayo, enze izenzo ezilungileyo, inene yena uguqukele kuAllâh ngenguquko (eyamkelekileyo).
72. Abo ngabo bangangqineli ubungqina bobuxoki, naxa begqitha ngakwintetho engcolileyo, bagqitha kuyo ngesidima.
73. Nabo bathi xa bekhunjuzwa ngeeVesi zeNkosi yabo, (ezo Vesi) zingawi phezu kwabo benobuthulu nobumfama.
74. Nabo bathi, "Nkosi yethu, siphe kubafazi bethu nakwinzala yethu ukukholiseka emehlweni ethu, Usenze sibe ziinkokeli zabanyulu.
75. Abo baya kuvuzwa ngeendawo eziphakamileyo (ePaladesi) ngenxa yokunyamezela kwabo. Phakathi apho baya kuhlangatyezwa ngemibuliso nelizwi loxolo nentlonipheko.

76. Bahlale apho (ePaladesi) hayi ukubalihle (kweloo) khaya, eliyindawo yokuphumla.

77. Yithi (Muhammad), "Anina xabiso nina phambi kweNkosi yam ukuba anithandazi (kuYo); kodwa ke niye naphika. Ngoko ke isohlwayo siza kufika."

ISahluko 26
ASH-SHU'ARÂ (IIMBONGI) 26

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Tâ-Sîn-Mîm.
2. Ezi ziiVesi zeNcwadi ecacileyo.
3. Mhlawumbi wena (Muhammad) ungazibulala ngenxa yobuhlungu bokuba bangangabi ngawo amakholwa.
4. Ukuba beSithanda beSingabathumelela umqondiso ovela esibhakabhakeni obuza kubenza iintamo zabo zihlale zithobekile.
5. Kananjalo akukho siTyhilelo sitsha esifika kubo sivela eNkosini yabo abangasitshikileliyo.
6. Ke kaloku bona baphikile, kodwa kuza kufika iindaba kubo zoko babedla ngokukugxeka.
7. Kanti abawujongi na umhlaba (babone) ukuba Sihlumise kangakanani na kuhlobo ngalunye (izinto) zodidi oluxabisekileyo?
8. Inene, kuko oku kukho umqondiso, kodwa uninzi lwabo abangomakholwa.
9. Yaye inene, iNkosi yakho nguSobunganga, uSozinceba.

Icandelo 2

10. Kananjalo xa iNkosi yakho yabiza uMûsâ (Isithi), "Hamba uye kubantu abenza ububi
11. Abantu bakwaFir'awn. Ingaba abayi kumoyika na uAllâh?"
12. Wathi yena, "Nkosi yam ndinoloyiko lokuba hleze bandiphikise

13. Size nesifuba sam sicutheke[1], nolwimi lwam lungabi nakukhululeka, ngoko ke thumela (umyalezo) kuHârûn (ukuba aze kuncedisana nam kulo msebenzi).
14. Yaye bona banebango letyala[2] kum, ngoko ke mna ndinoloyiko lokuba hleze bandibulale."
15. (UAllâh Wathi, "Nakanye! Hambani nina nobabini nemiqondiso yeThu. Inene Thina Siya kuba kunye nani, Siphulaphule.
16. Hambani niye kuFir'awn, nithi kuye, 'Thina singabaThunywa beNkosi yamaphakade,
17. Ke, vumela aBantwana bakwaSirayeli bahambe nathi.'"
18. (UFir'awn) wathi, "Asizanga sikukhulise phakathi kwethu ungumtwana na wena (Mûsâ), wahlala nathi iminyaka ngeminyaka yobomi bakho?
19. Waza wena wenza isenzo sakho owasenzayo, waba ngomnye wabangenambulelo."
20. (UMûsâ) wathi, "Ndayenza loo nto ngoko, ngethuba ndandisengomnye wabalahlekileyo (ndingazi).
21. Ndabaleka ndemka kuni, ndinoyika. Yaza iNkosi yam Yandinika (ulwazi) lokugweba, Yandenza ndaba ngoMnye wabaThunywa.
22. Ingaba le nceba (yokundikhulisa kwakho) undikhumbuza ngayo na okokuba wena ukhoboza aBantwana bakwaSirayeli?"
23. UFir'awn wathi, "Kanti ngubani na iNkosi yamaphakade?"
24. (UMûsâ) wathi, "YiNkosi yamazulu nomhlaba noko kuphakathi kwawo, ukuba nifuna ukuqinisekiswa ngenyaniso."
25. (UFir'awn) wathi kwabo babemngqongile, "Aniva na?"

1 Ukucutheka kwesifuba apha (26:13) kuthetha ulwazi olunganelanga, oluncinane. Lo gama kona ukuvuleka kwesifuba kuthetha ulwazi oluphangaleleyo.

2 Ibango letyala kuMûsâ (26:14) lisukela kwisiganeko sangokuyaa wayebulele umYiputa owayesilwa nomSirayeli

26. (UMûsâ) wathi, YiNkosi yenu ekwayiNkosi yooyihlomkhulu bokuqala."
27. (UFir'awn) wathi, "Inene uMthunywa wenu othunywe kuni uphambene."
28. (UMûsâ) wathi, "YiNkosi yeMpumalanga neNtshonalanga noko kuphakathi kwazo, ukuba beningabaqiqayo."
29. (UFir'awn) wathi, "Ukuba ukhe wathabatha thixo (wumbi) ngaphandle kwam, Inene mna ndiya kukwenza omnye phakathi kwabo bangamabanjwa."
30. (UMûsâ) wathi, Nokuba ndingakuzela nento ebonakalayo na (engumqondiso)?"
31. (UFir'awn wathi, "Yiza nayo kaloku ukuba unenyaniso."
32. Waza (uMûsâ) wajula umsimelelo wakhe, ngokukhawuleza waba yinyoka ebonakalayo.

Icandelo 3

33. Waza warhola isandla sakhe saba mhlophe kwababesibukele.
34. (UFir'awn) wathi kwiinkosi zakhe ezazimngqongile, "Inene! Lo ngumenzi wemilingo oyincutshe.
35. Yena ufuna ukunikhupha ezweni lenu ngemilingo yakhe: uyintoni na ke umyalelo wenu, (makathiweni na)?"
36. Bathi bona, "Rhoxisa (umcimbi) wakhe nomntakwabo okwethutyana, uthumele abamemezi ezixekweni;
37. Ukuba beze nazo zonke iingcaphephe zabenzi bemilingo."
38. K kalok abenz bemiling baqokelelan ngemini eyayikhethiwe.
39. Kwathiwa ebantwini, "Ingaba nani niza kuqokelelana ndawonye na?
40. Khon'ukuze sibe nokulandela abenzi bemilingo ukuba ibe ngabo ababe noloyiso?"
41. Ukufika kwabenzi bemilingo, bathi kuFir'awn, "Ingaba ngenene uya kubakhona na umvuzo kuthi xa sinokuphumelela?"

42. Wathi yena, "Ewe, yaye kananjalo nina niya kuba ngabanye babo basondeleyo kum (ngokwesikhundla)."
43. Umûsâ wathi kubo, "Julani ke oko niza kukujula!"
44. Bazijula ke iintambo zabo neentonga zabo, bathi, "Ngamandla kaFir'awn, sithi abaza kuphumelela ngenene!"
45. Waza uMûsâ wajula eyakhe intonga, khangela ke! Yakuginya konke oko babekubonisa ngobuxoki!
46. Abenzi bemilingo bawa ngobuso baqubuda.
47. Besithi, "Sikholiwe thina kwiNkosi yamaphakade.
48. INkosi kaMûsâ noHârûn."
49. Wathi uFir'awn, "Nikholwa kuye ndinganinikanga mvume? Inene, yena yinkosi yenu enifundise imilingo! Inene, niza kwazi. Inene mna ndiya kuninqumla izandla zenu neenyawo zenu ngokwahlukana kwamacala[3], yaye ndiya kunibethelela emnqamlezweni nonke."
50. Bathi bona, "Akuyi kubakho ngozi kuba isiphelo sethu kukubuyela eNkosini yethu (kakade).
51. Inene thina sithemba okokuba iNkosi yethu Iya kusixolela izono zethu, njengoko singabokuqala kumakholwa."
52. Kananjalo Satyhilela uMûsâ, (okokuba) "Hamba ngobusuku nezicaka zaM; inene, nina niya kuleqwa."

Icandelo 4

53. Waza uFir'awn wathumela ezixekweni abaqokeleli,
54. (Wathi), "Inene, bona aba baliqelana elincinane,
55. Inene bona basenza umsindo,
56. Kanti thina siluluntu oluphaphamileyo."
57. Sabasusa ke ezitiyeni nasemithonjeni
58. Nakoovimba nezikhundla ezihloniphekileyo.

3 Ukwahlukana kwamacala (26:49) kuthetha ukuba uza kunqumla isandla sokhohlo nonyawo lwasekunene njalo njalo.

59. Ngolo hlobo ke Senza aBantwana bakwaSirayeli ukuba babe ziindlalifa.
60. Babaleqa ukuphuma kwelanga.
61. Kwathi imikhosi leyo mibini ukubonana kwayo, abalandeli bakaMûsâ bathi, "Inene thina siza kufunyanwa."
62. (UMûsâ) wathi, "Nakanye! Inene, iNkosi yam Ikunye nam. Iya kundikhokela Yona."
63. Satyhila kuMûsâ (Sathi), "Betha ulwandle ngomsimelelo wakho," Lwahlukana, icala ngalinye laba ngathi yintaba ephakamileyo.
64. Saza Sabasondeza kufutshane abanye (umkhosi kaFir'awn).
65. Samsindisa ke uMûsâ ndawonye nabo babekunye naye.
66. Sabatshonisa abanye (umkhosi kaFir'awn).
67. Inene kule nto kwakungumqondiso kodwa uninzi lwabo babengazi kuba ngamakholwa.
68. Kananjalo iNkosi yakho NguSobunganga, uSobulumko.

Icandelo 5

69. Kananjalo bacengcelezele ibali likaIbrâhîm (uAbraham).
70. Xa wathi kutata wakhe nakubantu bakowabo, "Ninqula ntoni na nina?"
71. Bathi bona, "Sinqula izithixo, yaye thina sizinikele ngamandla kuzo."
72. Wathi yena, "Ziyaniva ke xa nibhekisa kuzo?
73. Okanye zininike inzuzo okanye zinonzakalise?"
74. Bathi bona, "Hayi, kodwa ke safumana oobawo bethu besenza njalo (bezinqula)."
75. Wathi yena, "Ingaba nikuqaphele phofu oko nihleli nikunqula
76. Nina nookhokho benu bamandulo?
77. Inene bona baziintshaba kum, kodwa Ayinjalo Yona iNkosi yamaphakade.
78. Eyandidalayo, yaye yiYo Endikhokelayo,

79. IkwayiYo Endondlayo nendisezayo (Indiqabule unxano).
80. Kanti naxa ndigulayo, yiYo Endiphilisayo.
81. IkwayiYo Eza kundenza ndife, Ize Indibuyisele ebomini (kwakhona).
82. YiYo nendinqwenela ukuba Indixolele iziphoso zam ngoMhla wemivuzo."
83. (Waza uIbrâhîm wathi), "Nkosi yam ndiphe (amandla namagunya) okugweba, Undimanye nabangamalungisa.
84. Ndiph ukukhankanyw ngenkumbul ebekekileyo zizizukulwana ezizayo.
85. Undibeke phakathi kwabaziindlalifa zePaladesi yolonwabo.
86. Uxolele utata wam. Inene yena ngomnye wabo balahlekayo.
87. Ungandenzi ndibe ngomnye wabo bahlazekileyo ngoMhla lowo baya kuvuswa ngawo (bonke).
88. Mini leyo ubutyebi nabantwana bungayi kunceda nto.
89. Ngaphandl kwalow uy kuz kuAllâ enentliziyo ecocekileyo."
90. K kalok iPalades iy kuzisw kufutshane kwabangamalungisa.
91. NoMlil wesiHog uy kuzisw kufutshan nabo baphambukayo.
92. Yaye kuya kuthiwa kubo, "Baphi na abo nanidla ngokubanqula
93. Ngaphandle koAllâh? Banganinika na uncedo okanye bazincede bona buqu?"
94. Ke kaloku bona baya kujulwa ngobuso babo eMlilweni, bona nabaphambuki.
95. Bay kudityanisw ndawony namajon (omkhosi wokungcola) kaIblîs (uSathana).
96. Baya kuthi xa bephikisana phakathi apho,
97. "Sifung ngoAllâh: Inen thin sasisekulahlekeni okucacileyo.
98. Ngokufanisa nina neNkosi yamaphakade.
99. Yaye akukho bani owasilahlekisayo ngaphandle kwezaphula-mthetho.
100. Ke koloku thina ngoku asinamthetheleli.
101. Akukho netshomi ezinikeleyo (kuthi).

102. Kodwa ukuba besinokubuyiselwa (emhlabeni), inene thina besiya kuba ngabakholwayo."
103. Inene kuko oku kukho umqondiso, kodwa uninzi lwabo abangomakholwa.
104. Inene iNkosi yakho, nguSomandla Wokwenene, uSozinceba.

Icandelo 6

105. Abantu bakwaNûh babaphikisa abaThunywa.
106. Xa umntakwabo uNûh wathi kubo, "Aniyi kumoyika na uAllâh?
107. Inene, mna ndinguMthunywa othembekileyo kuni.
108. Ngoko ke yoyikani uAllâh nindithobele.
109. Yaye andinibizi ntlawulo ngawo (lo myalezo). Intlawulo yam iseNkosini yam
110. Yoyikani uAllâh, nithobele mna."
111. Bathi bona, "Thina sikholwe kuwe, lo gama ingabantu ekungekho yabo (phakathi kwethu) abalandela wena?"
112. Wathi, "Ndinalwazi luni na mna ngoko bakwenzileyo?
113. Ityala labo liseNkosini yabo kuphela, ukuba benisazi.
114. Yaye andinguye onokugxotha amakholwa.
115. Mna ndinguMlumkisi kuphela."
116. Bathi bona, "Ukuba akuyeki (ukushumayela ngoAllâh) wena Nûh, inene wena uya kuba ngomnye wabo baya kuxulutywa ngamatye."
117. Wathi yena, "Nkosi yam, inene abantu bakuthi bandiphikile.
118. Gweba ke ngoko phakathi kwam nabo, undisindise mna nabo bangamakholwa bakunye nam."
119. Ke kaloku Samsindisa yena nabo babekunye naye enqanaweni eyayisindeka (ngumthwalo).
120. Sabarhaxisa (ngamanzi, bafa) bonke abanye (ababengakholwa) emva koko.

121. Inene kuko oko kwabakho umqondiso, kodwa uninzi lwabo babengazi kuba ngamakholwa.
122. Ke kaloku Yona iNkosi yenu nguSobunganga, uSozinceba.

Icandelo 7

123. Ama-'Ad abaphika abaThunywa.
124. Xa umntakwabo uHûd wathi kubo, "Aniyi kumoyika na uAllâh?
125. Inene, mna ndinguMthunywa othembekileyo kuni.
126. Yoyikani uAllâh ke ngoko nithobele mna.
127. Yaye andiniceli ntlawulo ngawo (lo myalezo). Intlawulo yam iseNkosini yamaphakade.
128. Nina nakha imizi yenu kuzo zonke iindawo eziphakamileyo ukwenzela ukuba nihleke abantu abadlulayo na?
129. Nize nizithabathele izakhiwo (zamabhotwe) zokuba nihlale kuwo ngonaphakade?
130. Naxa nihlasela (abantu) nibahlasela okwezikhohlakali?
131. Yoyikani uAllâh ke ngoko nithobele mna.
132. Ke kaloku yoyikani loWo Wanibonelela ngoko nikwaziyo,
133. Wanibonelel ngemfuy yezilwanyan ezidl ingca nabantwana.
134. Nezitiya nemithombo (yamanzi).
135. Inene mna ndoyikisela isohlwayo seMini eNkulu kuni."
136. Bathi bona, "Kuyafana kuthi nokuba ungashumayela okanye ube ngomnye wabo bangashumayeliyo.
137. Oku (ukushumayelayo) akunto yimbi ngaphandle kokuba ngamabali obuxoki wabantu bakudala.
138. Yaye asiyi kohlwaywa thina."
139. Bamphikisa ke, Saza Sabatshabalalisa. Inene kuko oku kukho umqondiso ngenene, kodwa uninzi lwabo abangawo amakholwa.
140. Ke kaloku iNkosi yakho nguSobunganga, uSozinceba wokwenene.

Icandelo 8

141. (Abantu) bakwaThamûd babaphika abaThunywa.
142. Xa umntakwabo uSâlih wathi kubo, "Aniyi kumoyika na uAllâh?
143. Inene, mna ndinguMthunywa othembekileyo kuni.
144. Yoyikani uAllâh ke ngoko nithobele mna.
145. Yaye andinibizi ntlawulo ngawo (lo myalezo), intlawulo yam iseNkosini yamaphakade.
146. Ingaba niza kuhlala nikhuselekile koku ninako apha? (aniyi kufa na)?
147. (kwezo) zitiya (zenu) nemithombo
148. Nezityalo eziluhlaza (zamasimi enu) needatilisi zesundu neziqhamo ezithambileyo.
149. Kananjalo nina nakha imizi yenu ezintabeni ngobuchule.
150. Yoyikani uAllâh ke ngoko nithobele mna.
151. Kananjalo musani ukuthobela imiyalelo yabenzi bobubi.
152. Abenza ubutshinga emhlabeni abangaguqukiyo nokuguquka."
153. Bathi bona, "Kuphela wena ungomnye wabo bathakathiweyo.
154. (Bathi kananjalo), "Wena ungumntu ngokufana nathi, ngoko yiza nomqondiso, ukuba ngaba ungomnye wabo bathetha inyaniso inyaniso."
155. Wathi yena, "Nantsi (imazi) yenkamela, okwayo kukuba isele (ngexesha elithile) nani ninelungelo lokuba nisele ngelenu ixesha ngemini eyaziwayo (nini nayo).
156. K maz ningayichukumis ngobubi, kungenjal niya kuhlaselwa sisohlwayo semini embi kakhulu."
157. Kodwa (bayibulala) bayinqumla imisipha babuya bazisola.
158. Ke kaloku isohlwayo sabahlasela. Inene kuko oku kukho umqondiso, kodwa uninzi lwabo aluzanga lube ngawo amakholwa.
159. Kananjalo inene, iNksoi yakho nguSobunganga, uSozinceba.

Icandelo 9

160. Abantu bakwaLût babaphika abaThunywa.
161. Xa umntakwabo uLût wathi kubo, "Aniyi kumoyika na uAllâh?
162. Inene mna ndinguMthunywa othembekileyo kuni.
163. Yoyikani uAllâh ke nithobele mna.
164. Yaye andibizi ntlawulo ngawo (lo myalezo), intlawulo yam iseNkosini yamaphakade.
165. "Ingaba niya kumadoda na ephakadeni?
166. Niyeke abo uAllâh Wanidalela bona ukuba ibe ngabafazi benu? Inene, nina ningabagabadeli babantu!"
167. Bathi bona, "Ukuba akusiyeki wena Lût! Inene wena uya kuba ngomnye wabo bakhutshelwe ngaphandle (kwesi sixeko)."
168. Wathi yena, "Inene mna ndingomnye wabo basichase kanobom isenzo senu, (nabo basonyanyayo).
169. Nkosi yam, ndisindise mna nosapho lwam (kwiziphumo zoko) bakwenzayo."
170. Samsindisa ke yena nosapho lwakhe, lonke,
171. ngaphandle kwexhegokazi elaba ngomnye wabo bashiyeka ngemva.
172. Emva koko Sabatshabalalisa abanye.
173. Ke kaloku Sathoba imvula (yamatye omlilo) phezu kwabo, hayi ububi baloo mvula yabo babelunyukisiwe ngayo.
174. Inene kuko oku kukho umqondiso, kodwa uninzi lwabo aluzanga lube ngawo amakholwa.
175. Kananjal iNkos yakh nguSobungang wokwenene, uSozinceba.

Icandelo 10

176. Abemi base-Al-Aikah[4] babaphika abaThunywa.

4 E-Al-Aikah (26:176) kungakwaMidiyani ngamanye amazwi sisixeko okanye ingingqi engakwaMidiyani.

177. Xa uShu'aybh wathi kubo, "Aniyi kumoyika na uAllâh?
178. Inene mna ndinguMthunywa othembekileyo kuni.
179. Ngoko ke yoyikani uAllâh nithobele mna.
180. Yaye andibizi ntlawulo ngawo (lo msebenzi), intlawulo yam iseNkosini yamaphakade.
181. Nikani (abantu) umlinganiselo opheleleyo ningabi ngabo abo babangela ilahleko.
182. Nimete ngesikali esingumlinganiselo onguwo (xa nisenza intengiselwano nabantu).
183. Ningabaqhathi abantu ngokucutha izinto, ningenzi kungcola, nabutshinga emhlabeni.
184. Noyike loWo Wanidalayo nezizukulwana zamandulo."
185. Bathi bona, "Kuphela wena ungomnye wabo bathakathiweyo!
186. Wena ungumntu njengathi yaye inene, thina sicinga ukuba ungomnye wabo bangamaxoki.
187. Ngoko ke yenza iceba lezulu lisiwele, ukuba ngaba uthetha inyaniso!"
188. Wath yena, "INkos ya yiYon InguMaz woko nikwenzayo."
189. Bamphika ke, saza isohlwayo semini yelifu elimnyama sabahlasela. Inene sona yayisisohlwayo semini embi kunene.
190. Inene kuko oku kukho umqondiso, kodwa uninzi lwabo babengengawo amakholwa.
191. Kananjalo, iNkosi yakho nguSobunganga, uSozinceba.

Icandelo 11

192. Yaye inene, (i'Kur'ân) sisiTyhilelo seNkosi yamaphakade.
193. UMoya Othembekileyo (oyiNgcwele uJibrîl) uze nayo.
194. Entliziyweni yakho (Muhammad) khon'ukuze ube ngomnye wabaLumkisi.
195. Ngolwimi olucacileyo lwesiArabhu.
196. Kananjalo inene, yona (ikhankanyiwe) kwiziBhalo zabantu bamandulo.

197. Kanti akungomqondiso na kubo ukuba yaziwe nazizifundiswa zaBatwana bakwaSirayeli?
198. Enokuba beSiyityhile komnye wabasemzini
199. Aze ayicengceleze kubo, (kakuhle), bebehleli bengayi kukholwa kuyo.
200. Senz njal k ukufak ukungakholw ezintliziyweni zezaphula-mthetho.
201. Abayi kukholwa kuyo de babone isohlwayo esibuhlungu.
202. Yaye siya kubafikela bengekaqondi.
203. Baze bathi, "Singamelwa na (okwethutyana?)
204. Ngoko ke ingaba sele besingxamele na isohlwayo seThu?
205. Uyabona na ukuba Sinokubayeka babeselonwabeni iminyaka ngeminyaka
206. Kuze kufike kubo oko babethenjiswe ngako
207 Abayi kuncedwa nganto lulonwabo ababelunikiwe!
208. Kananjalo aSizanga sitshabalalise sixeko ngaphandle kokuba (siqale) sibe nabaLumkisi
209. Bokubakhumbuza yaye aSizanga Sibe nentswela-bulungisa Thina.
210. Kananjalo ayingooSathana abaze nayo (i'Kur'ân)
211. Abavumelekanga, bengasokuze bakwazi.
212. Inene bona ekuyiveni bashenxisiwe.
213. Ngoko ke ungathandazi komnye uthixo kunye noAllâh hleze ube ngomnye wabo baya kwamkeliswa isohlwayo.
214. Kananjalo lumkisa isizwe sakho nezizalwana ezisondeleyo (ngokuhlobana).
215. Uthobe iphiko lakho (ube nemfobe) kwabo bakulandelayo bangamakholwa.
216. Xa ke bengakuthobeli, yithi wena, "Mna ndimsulwa koko nikwenzayo nina."
217. Wena uxhomekeke kuSobunganga, uSozinceba,
218. Okubonayo xa uvuka.

219. Nentshukumo yakho phakathi kwabo baqubudayo[5].
220. Inene Yena (uAllâh) nguSokuva, uSolwazi.
221. Ndinganixelela abo ooSathana behla phezu kwabo?
222. Behla phezu kwabo bonke abenzi bezono, amaxoki.
223. Bayancathama, bamamele (ngobusela), yaye uninzi lwabo ngamaxoki.
224. Ke zona iimbongi (ezo zilandelwa) ngabalahleki (kuphela).
225. Awuboni na ukuba zinyuka zisihla kwintili nganye?
226. Kwanokuba zithetha ezingakwenziyo?
227. Ngaphandle kwezo mbongi zikholwayo, zenze ubulungisa zikhumbule uAllâh rhoqo zincedise (amaMuslim) emva kokuba oniwe. Ke kaloku abo bonayo baza kwazi okokuba (luhlobo olunjani na) lokubuyela abaya kubuyiswa ngalo.

5 Phakathi kwabo bathandazayo baqubude nawe emthandazweni (26:219).

ISahluko 27
AN-NAML (IIMBOVANE) 27

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Tâ-Sîn. Ezi ziiVesi ze'Kur'ân, yaye ziyiNcwadi ecacileyo.
2. SisiKhokelo neendaba ezivuyisayo kwabakholwayo.
3. Abamisela i*Salâh*, banikele nge*Zakâh*, yaye bona banengqiniseko ngoBomi oBuzayo.
4. Inene, abo bangakholwayo kuBomi oBuzayo, Thina Sizenze izenzo zabo zabonakala zilungile kubo, khon'ukuze bafathule ngobumfama.
5. Bona bangabo okwabo iya kuba sisohlwayo esibuhlungu, yaye kuBomi oBuzayo baya kuba ngabalahlekelwa.
6. Kananjalo wena Muhmmad ufumene i'Kur'ân kuloWo UnguSobulumko, uSolwazi.
7. Ke kaloku xa uMûsâ wathi kusapho lwakhe, "Inene mna ndibone umlilo; (ngoko ke) ndiza kuniphathela inkcazelo, okanye isikhuni esivuthayo khon'ukuze nizifudumeze ngaso (nani)."
8. Kodwa wathi esakusondela kuwo, wabizwa, (kwathiwa) "Usikelelekile loWo Usemlilweni nalowo ungakuwo. Kananjalo uzuko malube kuAllâh, iNkosi yamaphakade.
9. "Hini na Mûsâ! Inene NdiM, uAllâh, uSomandla, uSobulumko."
10. kwathiwa kuye, "Jula intonga yakho!" wathi ke akuyibona inyubuluza oku kwenyoka, wajika wabaleka, akanyeka nokunyeka. Kwathiwa kuye, "Hini na Mûsâ! Musa ukoyika kuba inene uMthunywa akoyiki nto phambi kwaM.
11. Ngapha koko lowo wonayo aze enze okulungileyo emva kokungcolileyo inene Mna NdinguMxoleli uSozinceba.

12. Kananjalo faka isandla sakho esifubeni sakho, siya kubuya simhlophe (kodwa) singenasifo. (Le) yeminye yemiqondiso kwelithoba (oza kuyibonisa) uFir'awn nabantu bakhe. Inene, bona baye baba ngabantu abadelelayo nabaqaqadekileyo."
13. Kodwa yathi imiqondiso yeThu isakufika kubo, icacile ukuba ibonakale, basuka bathi bona, "Lo ngumlingo ocacileyo."
14. Yaye bayiphikisa, (imiqondiso leyo) lo gama (ingaphakathi) leziqu zabo lalicacelwe (ngumyalezo) lowo, ngenxa yentswela bulungisa nenkukhumalo. Jonga ke ukuba saba yintoni na isiphelo sabenzi bobugwenxa.

Icandelo 2

15. Kananjalo Sanika ulwazi uDâwûd noSulaymân baza bathi bona, "Ukudunyiswa kokuka-Allâh, Othe Wasibabala ngaphezulu kunezicaka zaKhe ezininzi ezikholwayo."
16. Yaye uSulaymân waba yindlalifa kaDâwûd. Wathi, "Hini na bantu! Thina sifundiswe ukuthetha ulwimi lweentaka, yaye thina siphiwe izinto zonke. Inene olu lubabalo olucacileyo.
17. Kwaqokelelana imikhosi yee*jinni*[1] zikaSulymân neyabantu neyeentaka, yaza yamatsha ngokwemigca.
18. Yada yafika entilini yeembovane, ke kaloku enye yeembovane yathi, "Hini na zimbovane! Ngenani ezindlwini zenu ukuze ninganyathelwa nguSulaymân nemikhosi yakhe, ibe inganiboni yona."
19. Usulaymân ke ngoko wancuma yintetho yayo, wathi, "Nkosi yam ndenze ndikwazi ukuba nombulelo ngeziBele Ondenzele zona nozenzele abazali bam nokwenza izenzo ezilungileyo Oya

1 Ii*jinni* (27:17) zizidalwa eziyimimoya okanye oomoya abangabonwayo ngamehlo enyama ekuthiwa uSathana ungomnye wabo.

kuzamkela Wena. Undingenise kananjalo ngenceba yakho (kwibandla) leziCaka zakho ezingamalungisa.

20. Ke kaloku waqwalasela phakathi kweentaka, wathi, “Yintoni na ebangela ukuba ndingamboni uhud-hud?[2] Okanye mhlawumbi ukunye nabo bangekhoyo (apha)?”
21. “Yena ndiya kumohlwaya ngokwenene ngesohlwayo esibuhlungu, okanye ndimxhele, ngaphandle kokuba uye waNdizela nesizathu esicacileyo.”
22. Kodwa uHud-hud azanga ahlale isidala: (wafika), wathi, “Mna ndiqulethe (elwazini lwam) oko wena ungakuqulathanga, yaye mna ndivela eShebha neendaba zenyaniso.
23. Ndifumene umfazi olawulayo kubo, unikwe zonke izinto kwaye unetrone enkulu.
24. Ndimfumene yena nabantu bakhe bekhonza ilanga endaweni ka-Allâh, yaye uShaytân wenze izenzo zabo zabonakala zilungile kubo, kwaye ubathintele eNdleleni ka-Allâh: ngoko ke abanasikhokelo.
25. Kananjalo abaqubudi bona kuAllâh, Ovelisa okufihlakele emazulwini nasemhlabeni, Ekwazi noko nikufihlayo noko nikuvezayo
26. UAllâh Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, iNkosi yeTrone eNkulu.”
27. USulaymân wathi, “Siza kubona ke ukuba unyanisile na nokuba ungomnye wabo baxokayo kusini na.
28. Hamba ke nale ncwadi[3] yam uyise kubo. Ubayeke ujonge ukuba mpendulo ni na abaza kuza nayo.”
29. Wathi yena (ukumkanikazi waseShebha): Hini na nina bahloniphekileyo! Inene mna ndiziselwe incwadi ehloniphekileyo.

2 uHud-hud (27:20) yintaka entle, enentshinga entloko efumaneka empuma ubukhulu becala.

3 Incwadi ekuthethwa ngayo apha (27:28) isenokuba yayiyileta.

30. Inene yona ivela kuSulaymân, yaye yona (ithetha, “eGameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba,
31. Ungakhukhumali kum koko yiza kum ngokuzinikela (njengamaMuslim),”

Icandelo 3

32. Wathi (ukumkanikazi), “Hini na nina bahloniphekileyo, ndicebiseni kulo mbandela. Andingethandi ukuthabatha isigqibo ngaphandle kokuba nina nibe ngamangqina am.”
33. Bathi bona, “Thina singamadoda anamandla, nanamandla amakhulu omkhosi, kodwa ke umyalelo ngowakho, bona wena omawuyalele kona.”
34. Wathi yena, “Inene ookumkani xa bengena esixekweni, bayasitshabalalisa benze abantu abahloniphekileyo balapho babe ngabathotyiweyo. Leyo yiyona nto bayenzayo.
35. Kodwa mna ndiya kubathumelela isipho ndize ndijonge ukuba mpendulo ni na eza kubuya nesithunywa.”
36. Bathi ke besakufika kuSulaymân, wathi, “Nindibonelela ngobutyebi na? Kodwa oko uAllâh Andinike kona kungcono kunoko aninike kona nina. Ukusuka apho ikwanini nje abavuyiswa zizipho zenu.
37. Buyelani kubo, kuba thina inene siza kuza kubo ngomkhosi baze bona bangabi namandla okuphikisana nawo, yaye thina siya kubagxotha baphume benyelekile, yaye baya kuthotyiselwa.”
38. Wathi (uSulaymân), “Hini na nina zinkosi nguwuphi na kuni oya kundizela netrone yakhe bengekazi kuza kuzithoba kum?”
39. Eyona inamandla kuzo ii*Jinni* yathi, “Ndiya kuza nayo mna ungekaphakami nakwindawo yakho, yaye mna inene kuwo lo msebenzi ndinamandla yaye ndithembekile.”
40. Eyayinolwazi lweziBhalo yathi, Mna ndiya kuyizisa kuwe ngokuphanyaza kweliso!” Wathi (uSulaymân) esakuyibona

ibekwe phambi kwakhe, wathi, “Oku kuvela kuBabalo lweNkosi yam (Isenzela) ukundivavanya ukuba ndinawo na umbulelo okanye andibuleli na! Lowo ubulelayo, inene ukubulela kwakhe (ukwenzela ukuzinceda) isiqu sakhe. Ke lowo ungabuleliyo inene iNkosi yam ayidingi nto yaye nguSobubele.”

41. (Wathi), “Mtshintsheleni imbonakalo yetrone yakhe sibone ukuba uya kukhokeleka na okanye uya kuba ngongakhokelelekanga na.”
42. Ke kaloku ukufika kwakhe kwathiwa kuye, “Ingaba itrone yakho iyafana na nale?” Wathi yena, “Ingengathi yiyo.” (USulaymân wathi), “Thina saphiwa ulwazi ngaphambili kunaye, yaye sibe ngamaMuslim (sazithoba phantsi kwentando ka-Allâh).
43. Yena ke oko abe ekukhonza kumphambukisile (ekuzinikeleni kuAllâh). Inene, yena usuka kubantu abangakholwayo.”
44. Kwathiwa kuye, “Ngena ebhotwe.” Kodwa wathi akulibona (ibhotwe), wacinga ukuba lichibi lamanzi wazinyusa iilokwe zakhe (ukuze awele). Wathi

(uSulaymân), “Eneneni (wena) libhotwe eli (elimgangatho walo) wenziwe ngegilasi.” Wathi yena, “Nkosi yam, inene mna ndizonile yaye ndiyazinikela noSulaymân kuAllâh, iNkosi yamaphakade.”

Icandelo 4

45. Inene Thina Sathumela kumaThamûd umntakwabo uSâlih, owathi (kubo), “Khonzani uAllâh (Yedwa)”, Khangela ke! Basuka bangamaqela amabini aphikisanayo (elikholwayo nelingakholwayo).
46. Wathi yena, “Hini na bantu bakuthi! Kutheni na nifuna ukuba isohlwayo sifike ngokukhawuleza ngaphambili kokulungileyo

(inceba ka-Allâh)? Kutheni ningaceli itarhu kuAllâh, khon'ukuze nifumane ukwenzelwa inceba?"

47. Bathi bona, "Thina sikucingela ukuba wena uhlolela okubi, wena ndawonye nabo bakunye nawe." Wathi yena, "Ukuhlolela okubi oko kwenu kukuAllâh. Ngapha koko nina ningabantu abavavanywayo[4]."
48. Ke kaloku kweso sixeko kwakukho iintsapho ezilithoba, ezazisenza ubutshinga emhlabeni zaye zingaguquki zilungise (ihambo yazo).
49. Zathi zona, "Thabathani isifungo ngoAllâh sokuba siza kumbulala (uSâlih) ngobusuku yena nosapho lwakhe. Sakusuka sithi kwisizalwane sakhe esisondele kakhulu kuye, 'Asikhanga siyibone intshabalalo yosapho lwakhe, yaye thina sithetha inyaniso'"
50. Baqulunqa icebo ke, naThi Saqulunqa icebo, lo gama babengaqondi.
51. Khangela ke ukuba sabanjani na isiphumo seyelenqe labo ukubatshabalalisa kweThu bona nabantu bakubo bonke.
52. Ke ngoko leyo yimizi yabo eyatshabalala nya kuba benza ubugwenxa. Inene kuko oku kukho umqondiso kubantu abanolwazi.
53. Sabasindisa ke abo bakholwayo, babemoyika uAllâh, begcina amaxanduva abo kuYe.
54. Kanajalo khankanya uLût xa wathi kubantu bakubo, nenza ukungcola na lo gama nibona?
55. Niya kumadoda ngeenkanuko endaweni yabafazi na? Inene nina ningabantu abaziphethe ngobudenge."
56. Kodwa impendulo yabantu bakubo ayizanga ibe nto yimbi ngaphandle kokuthi, "Lugxotheni usapho lukaLût (luphume) esixekweni senu. Inene bona ngabantu abafuna ukuzigcina msulwa."

Isiqendu 20

4 Abavavanywayo okanye abalingwa nguShaytân (27:47).

57. Samsindisa ke Thina yena nosapho lwakhe, ngaphandle komkakhe; Sammisela ukuba abe ngomnye wabo baza kushiyeka ngemva.
58. Saza Sathoba imvula yamatye (omlilo) phezu kwabo, hayi ukungcola kwentshabalalo yabo babelunyukisiwe.

Icandelo 5

59. Yithi (Muhammad), "Ukudunyiswa kokuka-Allâh, uxolo phezu kwezicaka zaKhe Awazikhethayo. Ingaba nguAllâh Olungileyo na okanye ngabo babayamanisa naYe?"
60. AyinguYe na Owadala amazulu nomhlaba, nonithobela amanzi (emvula) evela esibhakabhakeni, eSithi ngawo Senze kukhule izitiya ezingummangaliso zizele bubuhle nokuyolisa eningekhe nina ngokwenu nikwazi ukukhulisa imithi yazo? Ukhona na omnye uthixo ngaphandle koAllâh? Kodwa bona ngabantu abayamanisa (amahlulelane) bawalinganise (naYe).
61. Ingaba loWo Wenza ihlabathi laba ngumhlaba ozinzileyo Waza Wabeka kuwo apho imilambo, Wawenzela iintaba eziqinileyo, Wabeka phakathi kweelwandle ezimbini umsantsa? Ukhona omnye uthixo na ngaphandle koAllâh? Kodwa uninzi lwabo alwazi.
62. AyinguYe na ophendula lowo uxhwalekileyo xa ebiza kuYe Aze Asuse ububi, Anenze nibe ziindla-lifa zehlabathi izizukulwana emva kwezizukulwana? Ukhona na omnye uthixo ngaphandle koAllâh? Kuncinane enikukhumbulayo.
63. AyinguYe na Onikhokelayo Anikhuphe ebumnyameni bomhlaba nolwandle, nothumela imimoya eba ziindaba ezivuyisayo phambi kwenceba yaKhe? Ukhona na omnye uthixo ngaphandle koAllâh? Uphakamile uAllâh ngaphezulu kwayo yonke into abayayamanisa naYe.
64. AyinguYe na Oqalisa indalo Aze Aphinde ayiphinde nonibonelelayo ngokusuka emazulwini nasemhlabeni? Ukhona

na omnye uthixo okunye noAllâh? Yithi, “Vezani ubungqina kaloku ukuba ninenyaniso.”

65. Yithi, “Akukho namnye emazulwini nasemhlabeni owazi okungabonwayo ngaphandle koAllâh, yaye abazi nokwazi ukuba baza kuvuswa nini na.”

66. Ukusuka apho ulwazi lwabo lulinganiselwe mayela noBomi oBuzayo. Ngapha koko bayathandabuza ngokumayela nabo. Kananjalo bona mayela nabo, (uBomi oBuzayo) baziimfama.

Icandelo 6

67. Ke kaloku abo bangakholwayo bathi, “Ingaba xa sele siluthuli kunye nookhokho bethu, siza kubuyiswa (sikhutshwe emangcwabeni)?

68. Sathenjiswa ngako oku, thina nookhokho bethu ngaphambili. Oku akunto yimbi ngaphandle kokuba ziintsomi zabantu bakudala.

69. Yithi kubo, “Tyhutyha-tyhutyhani ilizwe, nibone okokuba saba njani na isiphelo sezaphula-mthetho.”

70. Musa ukukhathazeka ngabo okanye ube buhlungu ngoko bakuqulunqayo.

71. Kananjalo bathi, “Inini na (inzaliseko) yesi sithembiso, ukuba nithetha inyaniso?”

72. Yithi wena, “Mhlawumbi sele ikufuphi emva kwenu inxalenye yoko ningenamonde ngako.”

73. Inene iNkosi yenu Izele buBubele ngabantu kodwa uninzi lwabo abanambulelo.”

74. Kananjalo iNkosi yenu Iyakwazi oko kufihlwe zizifuba zenu noko zikuvezayo.

75. Yaye akukho nto ifihlakeleyo ezulwini nasemhlabeni koko iseNcwadini ecacileyo.

76. Inene le ‘Kur’ân ibalisela aBantwana bakwaSirayeli okuninzi koko baphikisana ngako.

77. Inene yona isisiKhokelo nenceba kumakholwa.
78. Inene iNkosi yenu Iza kugweba phakathi kwabo ngogwebo lwaYo. Yona nguSobunganga, uSolwazi.
79. Ngoko ke thembela ngoAllâh; inene wena usenyanisweni ecacileyo.
80. Inene wena akungekhe wenze abafileyo beve, ungekhe wenze izithulu ziluve ubizo xa sele zibuye umva zijibilikile.
81. Yaye akungekhe ukhokele iimfama uzikhuphe ekulahlekeni kwazo. Uya kwenza kuve kuphela abo bakholwayo kwiiVesi zeThu, abo ke ngamaMuslim.

Icandelo 7

82. Kananjalo xa iLizwi (elingummiselo) liwile phezu kwabo, Siya kuzisa kubo isilo sivela emhlabeni sithethe nabo, kuba abantu abazanga bakholwe ngokunyanisekileyo kwiiVesi zeThu.
83. Yaye ngaloo Mini xa Siya kubaqokelela kwisizwe ngasinye, iqela labo babephika iiVesi zeThu liya kuqhutywa luyimikrozo.
84. Bade baye kufika kwindawo yoMgwebo, Aze Athi (uAllâh), “Nayiphika na nina imiqondiso yaM lo gama naningayiqiqi elwazini (lwenu) kanti yintoni kanye le naniyenza?”
85. Lize iLizwi lizaliseke kubo, ngokuba benza ubugwenxa, yaye abayi (kukwazi) ukuthetha.
86. Ababoni na bona ukuba Senza ubusuku khona ukuze baphumle ngabo nemini ebanika ukubona? Inene kuko oku kukho imiqondiso kubantu abakholwayo.
87. NgeMini ekuya kuvuthelwa iXilongo ngayo, yaye wonke osezulwini naye wonke osemhlabeni uya kunkwantya ngaphandle kwabo uAllâh Aya kuthanda (ukuba bangoyiki). Yaye bonke baza kuza kuYe bethobekile.
88. Ke kaloku uzibona iintaba uzicingele ukuba ziqinile, lo gama ziya kudlula njengokudlula kwamafu. Ngumsebenzi ka-

Allâh, Owafezekisa izinto zonke. Inene Yena Unolwazi ngoko nikwenzayo.

89. Nabani na lowo uya kuza nesenzo esilungileyo (ngeMini yoMgwebo), uya kufumana umvuzo ongcono kunaso (isenzo eso) yaye bona (abanjalo) kuloyiko lwaloo Mini baya kukhuseleka.

90. Kananjalo nabani na oya kuza nesenzo esikukungcola ubuso babo (banjalo) buya kuphoselwa ezantsi eMlilweni. (Kuze kuthiwe) “Ingaba nihlawulelwe enye into ngaphandle koko nanidla ngokukwenza na?”

91. (Yithi Muhammad), “Mna ndiyalelwe kuphela ukuba ndinqule iNkosi (uMlondolozi) wesi sixeko, Owasenza saNgcwele ekunguYe ezizezaKhe izinto zonke. Yaye kananjalo ndiyalelwe ukuba ndibe ngomnye wamaMuslim.

92. Nokuba ndicengceleze i‘Kur’ân. Nabani na ke okhokelweyo yena ukhokelelwe inzuzo yakhe kuphela; kwaye nabani na lowo ulahlekayo yithi (kuye), “Kuphela mna ndingomnye wabalumkisi.”

93. Kananjalo yithi, “Ukudunyiswa kokuka-Allâh. Yena Uya kunibonisa imiqondiso yaKhe, yaye niya kuyazi. Kananjalo iNkosi yenu akungaba Ayikwazi enikwenzayo.”

ISahluko 28
AL-'KASAS (AMABALI) 28

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Tâ-Sîn-Mîm
2. Ezi ziiVesi zeNcwadi ecacileyo.
3. Sizicengceleza kuwe zivela kwiindaba zikaMûsâ noFir'awn ngenyaniso kubantu abakholwayo.
4. Inene, uFir'awn waziphakamisa ezweni wenza nabantu balo baba ziimvaba ngeemvaba, ecinezela iqela elithile kubo, egwinta oonyana babo agcine abasetyhini babo. Inene, yena wayengomnye wabenzi bobubi.
5. Ke kaloku Thina Saye Sathanda ukuba Sibonise uBabalo kwabo babecinezelekile elizweni, Sabenza baziinkokeli, Sabenza baba ziindlalifa.
6. Sibamisele elizweni, Sabonisa ngabo uFir'awn (nephakathi lakhe) uHâmân nomkhosi wabo abo babeboyika[1].
7. Ke kaloku Satyhilela umama kaMûsâ (Sathi kuye), "Mncancise (uMûsâ); kodwa ukuba uye wamoyikisela uze uye kumbeka emlanjeni, ungoyiki, ungaxhalabi. Inene Thina Siya kumbuyisela kuwe yaye Siya kumenza abe ngomnye wabaThunywa."
8. Ke kaloku usapho lwakwaFir'awn lwamchola (emlanjeni) khon'ukuze abe lutshaba (nonobangela) wenkxwaleko. Inene uFir'awn, uHâmân nomkhosi wakhe babengaboni.
9. Ke kaloku umkaFir'awn wathi, "(Lo mntwana uya kuba) luchulumanco lwemehlo kum nakuwe. Ngoko ke musa

1 (28:6) UAllâh Wabonisa uFir'awn nomkhosi wakhe amandla aKhe ngamaSirayeli ayekade eboyika bona booFir'awn kodwa uAllâh wanika amandla amaSirayeli abavisa ubuhlungu ngokuthi angaboyiki.

ukumbulala; hleze abe yinzuzo kuthi, okanye singamchola abe ngunyana (wethu)." Babe bengaqondi bona.

10. Intliziyo kamama kaMûsâ yaba liphanga (yaba buhlungu) kwabakancinane ukuba angayichazi imeko ngaye (umntwana), ukuba SaSingayibophanga Sayiqinisa intliziyo yakhe ukuze abe ngomnye wabakholwayo.
11. Wathi kudade wabo, "Mlandele (umntwana)," wamlandela ke emlondolozile mgama bona (abakwaFir'wn) bengaqondi.
12. Ke Thina Sabe Sibathintele bonke abaqeshelwa ukuncancisa kwangaphambili, wathi (udade boMûsâ), "Ndinganikhombisa na kumzi wabantu abaya kunihoyela yena lo gama bona baya kuba ngabakhulisi bakhe abanyanisekileyo."
13. Sambuyisela kumama wakhe (ngolo hlobo) khon'ukuze axole angakhathazeki kwanokuba azi okokuba isithembiso sika-Allâh siyinyaniso. Kodwa uninzi lwabo (abantu) alwazi.

Icandelo 2

14. Wathi ke esakukhula ngokupheleleyo (nasengqondweni) sele ebhadlile, Sampha (ukwazi) ukugweba. Nolwazi. Sibavuza kanjalo ke Thina abenzi bokulungileyo.
15. Ke kaloku wangena esixekweni esithile ngethuba abantu baso babengananzanga nto, wafumana apho amadoda amabini esilwa: enye iyeyohlanga lwakhe enye iyeyotshaba. Ke kaloku le yohlanga lwakhe yacela ukuba ayincedise ngokuchasene nale yotshaba lwakhe, ngoko nangoko uMûsâ wayibetha wayibulala (kungenganjongo). Wathi, "Oku ndikwenzileyo) kuvela kumsebenzi kaShaytân. Inene yena ngumlahlekisi ocacileyo."
16. Wathi, "Nkosi yam, inene mna ndizonile (umphefumlo) wam, ndixolele ke ngoko," Yaza Yona (iNkosi yakhe) Yamxolela. Inene Yona nguMxoleli, uSozinceba.
17. Wathi, "Nkosi yam, ngobabalo Ondenzele lona, andisokuze ndibe ngumncedisi wezaphula-mthetho."

18. Waye woyika, esixekweni apho ephunguza esoyikisela (ukuba kwaziwe akwenzileyo), xa kwathi ngesaquphe lowo wayecele ukuncediswa nguye kwixesha elidlulileyo wakhalela ukuncedwa kwakhona. UMûsâ wathi kuye, "Inene, wena ungumphambuki wokwenyani."
19. Uthe xa efuna ukumbetha lowo wayelutshaba kubo bobani, wathi yena, "Hini na Mûsâ, ingaba ufuna ukundibulala na njengalowaa ubumbulele izolo?" Wena ufuna ukuba sisikhohlakali ezweni yaye akufuni kuba ngomnye wabalungisayo."
20. Ke kaloku enye indoda eyayisuka kwelinye icala elikude lesixeko, yeza ibaleka. Yathi, Hini na Mûsâ, inene iinkosi (zalapha) ziyabhunga ngawe ukuba zikubulale, ngoko ke wena zimela. Inene, mna ndingomnye wabacebisi abanyanisekileyo kuwe."
21. Wazimela ke wemka apho, ephunguphunguza esoyika. Wathi, "Nkosi yam! Ndisindise kubantu abangabenzi bobubi."

Icandelo 3

22. Waza wathi akubhekisa ngakwaMidiyan, wathi, "Mhlawumbi iNkosi yam Iya kundikhokelela eNdleleni elungileyo."
23. Ke kaloku wathi akufika kwindawo enamanzi kwaMidiyan, wafumana apho iqela lamadoda liseza (imihlambi yemfuyo yalo), ecaleni kwabo wafumana abafazi ababini ababebuyisa umva (umhlambi wabo). Wathi (kubo), "Kwenzeka ntoni na kuni?" Bathi bona, "Asikwazi ukuseza (umhlambi wethu) de abelusi basuse eyabo kwaye utata wethu waluphele kakhulu."
24. Wabasezela umhlambi wabo, (akugqiba) wabuyela emthunzini, wathi, "Nkosi yam inene mna ndiswele nayiphi na into elungileyo Onokundipha yona."
25. Omnye wabo bafazi babini weza kuye ehamba eneentloni. Wathi, "Utata wam uyakumema khona ukuze akubuyekeze

ngokusisezela (impahla yethu).” Wathi ke akufika kuye wambalisela ibali (lokwenzeke kuye), wathi yena, “Musa ukoyika. (Ngoku) umkile kubantu abangabenzi bobubi.”

26. Omnye wabafazi (abo) wathi, “O tata wam, mqeshe. Inene oyena ulungileyo unokumqesha ngonamandla nothembekileyo.”

27. Wathi yena [uyise wabo bafazi) (kuMûsâ)], “Inene mna ndinqwenela ukukutshatisa nenye yazo ezi Ntombi zam, phantsi komqathango wokuba undisebenzele iminyaka esibhozo; kodwa ke ukuba ugqibe yalishumi, oko kuya kuba luvelwano lwakho. Mna ke andinqweneli kukubeka bunzimeni. Uya kundifumana mna ndingomnye wabangamalungisa ukuba uAllâh Uthandile.”

28. (UMûsâ) wathi, “Oko kumiselwe phakathi kwam nawe. Naliphi na ke endiye ndaligqiba kula maxesha mabini uwabekileyo akukho ntswela bulungisa (eya kuba yenzekile) kum, Yaye uAllâh ulingqina mayela noko sikuthethayo.”

Icandelo 4

29. Ke kaloku ukuligqiba kwakhe uMûsâ ixesha wahamba nosapho lwakhe, wabona umlilo ngasentabeni yeTûr. Wathi kusapho lwakhe, “Hlalani apha; inene mna ndibone umlilo. Mhlawumbi ndiya kuniphathela kuwo apho inkcazelo ethile okanye isikhuni esivuthayo ukuze nizifudumeze ngaso.”

30. Kodwa wathi akusondela kuwo, wabizwa ngakwicala lasekunene lentili kwindawo esikelelekileyo emthini (kwathiwa kuye), “Wena Mûsâ, inene Mna NdinguAllah, iNkosi yamaphakade.”[2]

31. “Jula phantsi umsimelelo wakho.” Kodwa wathi akuwubona ubhinyalaza okwenyoka, wajika wabaleka, akanyeka

2 Emhlabeni okanye ezulwini (28:37).

nokunyeka. UAllâh Wathi, Hini na Mûsâ sondela ungoyiki. Inene wena ungomnye wabakhuselekileyo.

32. Faka isandla sakho ekuvulekeni kwesambatho sakho; siya kuphuma simhlophe, singenasifo. Uze uphinde usondeze ingalo yakho kuwe (ukuthintela) uloyiko, kuba leyo yimiqondiso emibini evela eNkosini yakho isiya kuFir'awn neenkosi zakhe. Inene bona ngabantu abangabenzi bobubi."
33. Wathi yena, "Nkosi yam, inene mna ndabulala umntu phakathi kwabo, yaye ndinoloyiko lokuba baya kundibulala (nam).
34. Ukanti umntakwethu uHârûn nguyena uliciko kunam ngokolwimi, ngoko ke mthume kunye nam njengomncedisi, ukuze andingqinele. Inene mna ndoyika ukuba baza kundiphika."
35. UAllâhWathi, Siya kuyomeleza ingalo yakho ngomntakwenu Size Sininike nobabini igunya ukuze bangafikeleli kuni. (Kuya kwenzeka oko) ngemiqondiso yeThu; Nina nobabini nabo balandela nina niya kuba nokongamela."
36. Kodwa wathi uMûsâ esakufika kubo nemiqondiso yeThu ibubungqina obucacileyo, bathi bona, "Oku akunto yimbi ngaphandle kwemilingo eqanjiweyo, yaye asizanga siyive le (nkolo) koobawo mkhulu bethu."
37. UMûsâ wathi, "INkosi yam yiYo Eyaziyo (kunathi nani) ukuba ngubani na oze nesiKhokelo esivela kuYo, yaye iya kuba lelikabani na ikhaya loBomi oBuzayo. Inene abasweli bulungisa abasokuze bazuze Mpumelelo.
38. UFir'awn wathi, Hini na nina zinkosi, andinazi ninathixo wumbi ngaphandle kwam. Ngoko ke wena Hâmân ndiphembele (umlilo unditshisele izitena) zodongwe, undakhele ibhotwe eliphakamileyo[3] ukuze ndinyuke ngalo

3 Ibhotwe (28:38) yindlu kakumkani, enye intsingiselo yoku ingaba ngumphongolo oludonga okanye indlu eyenziwe yande yaphakamela phezulu, ngesingesi kuthiwa yi'Tower'.

ndiye kuThixo kaMûsâ. Kodwa mna ngokokubona kwam ndicinga ukuba uMûsâ ngomnye wakumaxoki.

39. Kananjalo yena (uFir'awn) namajoni akhe babekhukhumele elizweni, ngokungekho lungelweni, yaye babecinga ukuba abayi kubuyela kuThi.

40. Samhlasela ke kunye nemikhosi yakhe, Saza Sabaphosa bonke elwandle. Khangela ke okokuba saba njani na isiphelo sabenzi bobubi.

41. Yaye Sabenza iinkokeli ezimemela (abantu) (eMlilweni: kanti ke ngeMini yokuGqibela, abayi kuncedwa.

42. Kananjalo Senza isiqalekiso ukuba sibalandele kweli hlabathi, kanti ngoMhla woVuko baya kuba ngabanye babo banyelekileyo[4].

Icandelo 5

43. Ke kaloku Sanika uMûsâ isiBhalo emva kokuba Sitshabalalise izizukulwana zamandulo ukuba (eso siBhalo) sibe lukhanyiselo lwabantu, nesiKhokelo nenceba, khon'ukuze bakhumbule.

44. Ke wena (Muhammad) wawungekho kwicala elingasentshona[5] (lentaba), xa Sacacisela uMûsâ umthetho yaye wena wawungengomnye wamangqina.

45. Thina ke Savelisa izizukulwana (ezininzi) eSazolulela ubomi bazo (babude). Kananjalo wena (Muhammad) awuzanga uphile nabantu bakwaMidiyani, ucengceleze iziTyhilelo zeThu kubo. Sithi abaThumela abaThunywa.

4 Abanyelekileyo (28:42) ngabo bangayi kwenzelwa nceba nguAllâh ngoMhla wokuGqibela.

5 Yithi, "Yizani nesibhalo kaloku esivela kuAllâh esikhokela ngcono kunayo nayiphi na kuzo (iTorah ne'Kur'ân) khon'ukuze nam ndisilandele, ukuba nithetha inyaniso."Ukuba ngakwicala lasentshona (28:44) kuthetha ukuba wayengekho kwaukubakho. Koko oku ukubaliselwa nguAllâh.

46. Kananjalo wena (Muhammad) wawungekho ngakwicala lentaba yeTûr (intaba yeSinayi) xa Sasibiza[6] uMûsâ kodwa wena uthunyelwe njengenceba evela eNkosini yakho, ukuba ulumkise abantu ekungazanga kwabakho mlumkisi uthunyelwayo kubo ngaphambili kunawe: khon'ukuze bakhumbule.
47. Ukuba SaSingazanga (Sathumele wena kubantu baseMakkah) ngebahlelwa lishwangusha ngenxa yezenzo ezenziwa zizandla zabo. Bebeza kuthi, "Nkosi yethu! Yini na ukuba ungasithumeleli uMthunywa? Besiya kuzilandela iiVesi zaKho, sibe ngabanye bamakholwa."
48. Kodwa yathi inyaniso isakufika kubo ivela kuThi, bathi bona, "Kutheni yena (uMuhammad) enganikwanga okufana noko kwakunikwe uMûsâ nje." Kanti abazanga bale na ukukholwa koko kwakunikwe uMûsâ?' Bathi, "(iTorah ne'Kur'ân) yimilingo emibini encedisanayo, yaye thina asikholwa kuzo zombini."
49. Kodwa ukuba abakuphenduli ke uze wazi ukuba bona balandela iminqweno yabo kuphela. Ngubani na olahleke ngaphezulu kunalowo ulandela iminqweno yakhe engenasiKhokelo sivela kuAllâh. Inene, uAllâh Akabakhokeli abenzi bobubi."

Icandelo 6

50. Inene Thina Silivakalisile ilizwi (i'Kur'ân) khon'ukuze bakhumbuzeke.
51. Abo Sabanika isiBhalo ngaphambili kunayo (i'Kur'ân) bangabakholwayo kuyo.

6 Kuchazwa ukuba uAllâh wabiza abalandeli bakaMuhammad baza bona balusabela ubizo lwaKhe kungenjalo Wabiza uMûsâ (28:46).

52. Ke kaloku xa icengcelezwa kubo, bathi bona, "Sikholiwe kuyo; inene iyinyaniso evela eNkosini yethu. Inene thina besihleli singawo amaMuslim kwangaphambili.
53. Abo ke baya kuwunikwa umvuzo wabo ngokuphindwe kabini ngoko bakunyamezelayo ngomonde nangenxa yokuba bona baphindisa okubi ngokulungileyo, baza banikela (kumalizo) nangoko Sabapha kona.
54. Naxa besiva incoko yobudenge bayazikhwebula kuyo, bathi izenzo zethu mazibe phezu kwethu, izenzo zenu zibe phezu kwenu, uxolo malube nani. Thina asiyifuni indlela yabasweli kuqonda.
55. Inene wena (Muhammad) awunakumkhokela lowo uthande (ukumkhokela), kodwa Yena uAllâh Ukhokela lowo Athande ukumkhokela. Yaye ubazi kakuhle abo bakhokelelekileyo.
56. Ke kaloku bathi, "Ukuba singalandela isiKhokelo kunye nawe, singaxhwilwa simke elizweni lethu." Kanti Asibenzelanga indawo engcwele (iMakkah) na, ekuziswa kuyo zonke iintlobo-ntlobo zeziqhamo, ezisisixhaso esivela kuThi, kodwa uninzi lwabo alwazi.
57. Kanti zingaphi izixeko eSazitshabalalisayo, ezazingenambulelo ngeembonelelo zesixhaso sokuphila kwazo? Yaye ezo ziindawo ababehlala kuzo ezingazanga zihlalwe mntu ngaphandle kokukancinane. Inene Thina Sibe zizo iindlalifa.
58. Yaye kananjalo iNkosi yakho Ayisokuze Izitshabalalise izixeko de Ithumele uMthunywa, acengcelezele (abantu bazo) iiVesi zeThu kunozala[7] wazo (kwikomkhulu lazo) Yaye! ASisokuze Sizitshabalilise izixeko ngaphandle kokuba abantu bazo babe ngabenzi bobubi.
59. Ke kaloku nantoni na eniyiphiweyo, yeyolonwabo (olufutshane) lobu bomi balo mhlaba yaye bungumhombiso

7 Unozala wezixeko (28:59) sisixeko saseMakkah, esisesona sixeko singcwele ehlabathini, nekulapho kukho isakhiwo esingcwele iKa'bah ekujongiswa kuyo xa kuthandazwayo ngamaMuslim ehlabathi lonke

ukanti bona uBomi oBuzayo bukuAallâh bubona bulungileyo yaye buya kuhlala bukho ngonaphakade. Kanti aninangqiqo na?

Icandelo 7

60. Ingaba lowo Simthembise isithembiso esisesona silungileyo (iPaladesi) aya kusifumana siyinyani uyafana nalowo Simenze ukuba onwabele ubunewunewu beli hlabathi, kunoMhla woVuko, noza kuba ngomnye wabo baya kuvuselwa (ukohlwaywa)?
61. Ngemini Aya kubabiza (uAllâh) Athi, "Aphi na kaloku amahlulelane aM enanidla ngokuwakhankanya?"
62. Abo ilizwi liya kuzalisekiswa (ngokuchasene nabo) baya kuthi, "Nkosi yethu! Aba ngabo sabalahlekisayo. sabalahlekisa njengoko nathi sasilahlekile." (Ngoku) thina sazisa ukuba msulwa kwethu (ngokumayela nabo) phambi kwaKho. Yayingesithi abo babebanqula."

64 Kuya kuthiwa (kubo), "Bizani kaloku kuloo mahlulelaneenu (nithi ngaka-Allâh), baya kubiza ke kuwo, kodwa akayi kubanika mpendulo, yaye baya kusibona isohlwayo. (baze banqwenele) ukuba akwaba babekhokelelekile.

65. NgeMini (uAllâh) Aya kumemeza kubo Athi; "Mpendulo ni na enayinika abaThunywa (baM)?"
66. Kodwa iindaba ezingempendulo elungileyo aziyi kucaca kubo ngaloo Mini, yaye abayi kukwazi nokubuzana.
67. Kodwa yena lowo waguqukayo, wakholwa, wenza okulungileyo, uthenjisiwe nguAllâh okokuba uya kuba ngomnye wabo baya kuphumelela.
68. Ke kaloku iNkosi yakho Idala oko Ithande (ukukudala) nekukhethileyo, Ayikokwabo ukuzikhethela. Uzuko malube kuAllâh Ophakamileyo (kwizithixo) abazayamanisa naYe.

69. Kananjalo iNkosi yakho Iyakwazi oko kufihlakele ezifubeni zabo noko bakuvezayo.
70. Yona nguAllâh; akukho thixo wumbi ngaphandle kwaYo. Ukudunyiswa kokwaKhe ekuqalekeni (kobu bomi) nasekugqibeleni (kuBomi oBuzayo). Isigqibo sokuphetha sesaKhe, kukuYe apho niza kubuyela khona.
71. Yithi, "Khanikhe nicinge: Xa uAllâh Enokwenza ubusuku buqhubeke umphelo kuye kuma ngeMini yoVuko, nguwuphi omnye uthixo ngaphandle koAllâh onokuninika ukukhanya? Aniyi kuphulaphula na?"
72. Yithi, "Khanikhe nicinge: xa uAllâh Enokwenza imini iqhubeke umlibe iye kuma ngoMhla woVuko, nguwuphi omnye uthixo onokunizisela ubusuku eniza kuthi niphumle ngabo? Kanti aniyi kubona na?"
73. Ngenxa yobuBele baKhe Wanenzela imini nobusuku khon'ukuze niphumle kuzo (ngemini) nikhangele iziBele zaKhe ukuze mhlawumbi nibe nombulelo.
74. NgeMini Aya kubabiza Athi kubo, "Aphi na amahlulelane aM enanidla ngokuthetha ngawo?"
75. Kwaye Siya kuthabatha ingqina kwisizwe ngasinye Sithi, "Velisani ubungqina benu kaloku," yaye baya kwazi okokuba inyaniso yeka-Allâh, okuya kunyamalala kubo koko babedla ngokukuqamba.

Icandelo 8

76. Inene u'Karûn (uKora) waye engowabantu bakuloMûsâ, kodwa wabaphatha kakubi. Kananjalo Samnika oovimba abazitshixo zabo zazithwalwa lihlokondiba lamadoda anamandla; ke kaloku abantu bakhe (izizalwana zakhe) bathi Kuye, "Musa ukuzikhukhumalisa. Inene uAllâh Akabathandi abakhukhumeleyo.

77. Ukusuka apho ngoko uAllâh Akuphe kona wena zifunele ikhaya lasemva kokufa; uthi kananjalo ungasilibali isabelo sakho sasehlabathini.Wenze okulungileyo njengoko uAllâh Ekwenzele okulungileyo. Unganqweneli (ukwenza) ubutshinga elizweni. Inene uAllâh Akabathandi abenzi bobutshinga."
78. Wathi yena (u'Kârûn), "Mna ndakunikwa oku ngenxa yolwazi endinalo (ngexa yobukrelekrele bam)." (Kanti) wayengayazi na into yokuba uAllâh Watshabalalisa izizukulwana ngaphambili kunaye, amadoda ayenamandla kunaye emakhulu ngokobutyebi ayebuqokelele? Kodwa abaphuli-mthetho abayi kubuzwa ngezono zabo[8].
79. Waza ke wahamba-hamba (u'Kârûn) phambi kwabantu bakhe (edlisela) ngobunewunewu bakhe. Abo banqwenela ubomi beli hlabathi bathi, "O! Akwaba (nathi) sasinikwe okunjengoko kunikwe u'Kârûn. Inene yena ngomnye wabo bathamsanqeliseke kakhulu."
80. Kodwa abo babenikwe ulwazi bathi, "Yeha kuni! Umvuzo ka-Allâh nguwona ulungileyo kulowo ukholwayo enze izenzo ezilungileyo. Yaye akukho namnye uwufumanayo ngaphandle kwabanomonde."
81. Ke kaloku Saya Senza umhlaba ukuba umginye (u'Kârûn) nomzi wakhe. Yaye akazanga abe namahlakani okumncedisa ngaphaya koAllâh, wasuka waba ngomnye wabo bangakwazi kuzikhusela (ngokuchasene naThi).
82. Ke kaloku abo babenqwenela ukuba sesikhundleni sakhe ngezolo baqala bathi, "O! UAllâh Wandisa imbonelelo yaKhe kulowo Athande (ukumandisela) kwizicaka zakhe. Aze Ayincitshe (kulowo Athande ukuyincitsha kuye)! Ukuba ngaba uAllâh Ebengathululanga ubabalo lwaKhe phezu kwethu,

8 Abaphuli-mthetho (28:78) ngabantu abangakholwayo, abanquli zithixo, abanquli bezinyanya, nabanquli bamaqhawe. Bona akuyi bakho namfuneko yokubabuza ngezenzo ezingcolileyo zabo ngaphandle kokusuka baphoswe eMlilweni kuphela.

ngesenze saginywa (nathi ngumhlaba kunye no-'Kârûn). Inene, abangakholwayo abanampumelelo!"

Icandelo 9

83. Elo khaya loBomi oBuzayo Silinika abo banganqweneli nkukhumalo nabutshinga kulo mhlaba. Ke kaloku isiphumo esilungileyo sesabenzi bokulungileyo.
84. Nabani na oya kuza ngoMhla woVuko nesenzo esilungileyo, uya kufumana okulunge ngaphezulu kunaso; ke lowo uya kuza nesenzo esingcolileyo; abo benza izenzo ezingcolileyo abayi kubuyekezwa nganto (yimbi) ngaphandle koko babedla ngokukwenza (ehlabathini).
85. Inene (wena Muhammad), loWo Wakunika i'Kur'ân, Yena Uya kukubuyisela kwindawo yakho yokubuyela[1]. Yithi, "INkosi yam yiYo Eyaziyo ukuba ngubani na oze nesiKhokelo ingubani na osekulahlekeni okucacileyo.
86. Kananjalo wena wawungayilindelanga into yokuba kungaze kuthunyelwe iNcwadi kuwe, kodwa (oko kwenzekile ngenxa) yobabalo oluvela eNkosini yakho. Ngoko ke ungaze ube ngumxhasi wabangakholwayo.
87. Ungaze kananjalo ubavumele bakuwexule kwiiVesi zika- Allâh emveni kokuba sele zityhiliwe kuwe. Kananjalo memela abantu eNkosini yakho. Ungaze ube ngomnye wabo bayamanisa abanye kuAllâh.
88. Kananjalo uze ungaMnquli uAllâh ngokuMdibanisa nomnye uthixo. Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe. Yonke into iza kutshabalala ngaphandle koBuso baKhe. OkwaKhe kukugweba, yaye kukuYe apho niza kubuyela khona.

1 Indawo yokubuyela sisixekokazi saseMakkah kungenjalo (28:85) yiPaladesi kuBomi oBuzayo.

ISahluko 29
AL-ANKABÛT (ISIGCAWU) 29

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, Songceba.

Icandelo I

1. Alif-Lâm-Mîm
2. Ingaba abantu (aba) bacinga ukuba baza kuyekwa na kuba besithi, “Siyakholwa”, bangavavanywa?
3. Kodwa Sabavavanya nje abo bangaphambili kunabo, kwaye uAllâh Uza kwenza bacace abo banyanisekileyo, Abenze bacace nabo bangamaxoki.
4. Makube mhlawumbi abo benza izenzo zokungcola bacinga ukuba bangaphuncula kuThi? Ingcolile (indlela) abagweba ngayo.
5. Nabani na onethemba lokudibana noAllâh inene ixesha (elibekwe) nguAllâh, liyeza. Yaye Yena nguSokuva, uSolwazi.
6. Ke kaloku lowo uzabalazayo, uzabalazela kuphela ukusindisa isiqu sakhe. Inene uAllâh Akadingi nto emaphakadeni.
7. Abo bakholwayo benze izenzo ezilungileyo ngenene Thina Siya kuzisusa izenzo zabo ezigwenxa kubo, Sibavuze kananjalo kangangoko kulungileyo bakwezayo.
8. Ke kaloku Siyalele ukulunga emntwini kubazali (bakhe) kodwa ukuba bakuyalela ukuba wayamanise (amahlulelane) kuM (Mna Allâh) ongenalwazi ngawo wena, ungabathobeli. KukuM apho ukubuyela kwenu kukhoyo, yaye Ndiya kunazisa ngoko nakwenzayo.
9. Abo bakholwayo, benze izenzo ezilungileyo Siya kubangenisa ngenene phakathi kwabenzi bokulungileyo (ePaladesi).
10. Ebantwini kukho abo bathi, “Siyakholwa kuAllâh,” kodwa athi omnye kubo esakuhlelwa bububi ngenxa ka-Allâh, bayithathe loo ntlungu yenziwe ngabantu (kubo) ngokungengathi

sisohlwayo sika-Allâh. Kodwa xa uloyiso lufika luvela eNkosini yakho, bathi, “Inene thina besikunye nani.”Ayingo-Allâh na Ongoyena Waziyo ngoko kusezifubeni zezidalwa?

11. Ke kaloku uAllâh Uza kwenza bacace abo bakholwayo, kwaye Uza kubenza babonakale nabahanahanisi.
12. Abo bangakholwayo bathi kwabo bakholwayo, “Landelani indlela yethu, thina siya kuzithwala izono zenu.” Kodwa abayi kuthwala nento le kwezo zono zabo. Eneneni bona ngamaxoki.
13. Kodwa baza kuthwala eyabo imithwalo neminye imithwalo kunye naloo mithwalo yabo, yaye baza kubuzwa ngokwenene ngeMini yoVuko ngoko bakuqambayo.

Icandelo 2

14. Kananjalo Sathumela uNûh kubantu bakubo, waphila phakathi kwabo iminyaka eliwaka uthabathe (kuyo) iminyaka engamashumi amahlanu, waza wabahlasela ke unogumbe besengabenzi bobubi.
15. Kodwa yena (Nûh) Samsindisa nababesenqanaweni, kananjalo Thina Sayenza umqondiso emazweni.
16. (Ukanti Sathumela uIbrâhîm), owathi kubantu bakubo, “Khonzani uAllâh noyike Yena. Kokona kulungileyo oko kuni ukuba benisazi.
17. Nina nikhonza izithixo ngaphandle koAllâh, nize nivelise ubuxoki. Inene abo nibakhonzayo ngaphandle koAllâh abanamandla banawo okunibonelela nganto. Ngoko funani imbonelelo kuAllâh nikhonze Yena, nibe nombulelo kuYe. KukuYe apho niza kubuyela khona.
18. Ke kaloku nina (bantu) ukuba niya kuwuphika (umyalezo weIslam) sele zawuphika kakade izizwe ezingaphambili kunani. Kanti akukho xanduva lumbi phezu koMthunywa ngaphandle koxanduva lokuvakalisa umyalezo ngokucacileyo.

19. Ababoni na ukuba uAllâh Uyiqala kanjani na indalo Aze ayiphinde kwakhona? Inene kulula oko kuAllâh.
20. Yithi (Muhammad), “Hamba-hambani ehlabathini nibone ukuba Wayiqala kanjani na indalo. Ke kaloku uAllâh Uza kuvelisa indalo elandelayo. Inene uAllâh Unamandla ngaphezulu kwezinto zonke.”
21. Yena Wohlwaya lowo Athandileyo, Abe nenceba kulowo Athandileyo, ukanti kukuYe apho niza kubuyela khona.
22. Kwaye aniyi kumenza Asilele (uAllâh) ehlabathini okanye ezulwini. Kananjalo nina aninaye omnye umkhuseli ngaphandle koAllâh.

Icandelo

23. Abo bangakholwayo kwiiVesi zika-Allâh nakwindibano naYe abo (sele) balahlekelwa lithemba mayela nenceba yaM. Yaye baya kufumana isohlwayo esibuhlungu.
24. Ke kaloku impendulo yabantu bakubo (uIbrâhîm) yaba kukuthi, “Mbulaleni kungenjalo mtshiseni.” Kodwa uAllâh Wamsindisa Yena emlilweni. Inene kuko oko kukho imiqondiso kubantu abakholwayo.
25. Kananjalo (uIbrâhîm) wathi, “Nina nithabathe izithixo ngaphandle koAllâh nenza unxibelelwaniso lokuthandana phakathi kwenu kubomi beli hlabathi, ukanti ngeMini yoVuko niza kukhanyelana ize indawo yenu yokubalekela ibe seMlilweni, yaye aniyi kuba namncedi.”
26. Ke kaloku uLût wakholwa kuye (uIbrâhîm), wathi, “Inene mna ndiya kufuduka ngenxa yeNkosi yam, inene Yona nguSobunganga, uSobulumko.
27. Kananjalo yena (uIbrâhîm) Samnika uIs-hâ’k noYa‘kûbh sabeka ubuProfeti nesiBhalo kwihlumelo lakhe. Samnika nomvuzo wakhe kweli hlabathi, inene yena kuBomi oBuzayo ungomnye wamalungisa.

28. Kanti noLût xa wathi kubantu bakubo, “Inene, nina nenza ukungcola okungazanga kwenziwa nangubani na ongaphambili kunani emaphakadeni.
29. Nina niya emadodeni nivale iindlela[2], nenze konke ukungcola ezindibanweni zenu.” Ke kaloku impendulo yabantu bakhe ayizanga ibe yinto yimbi ngaphandle kokuthi, “Sizisele isohlwayo sika-Allâh, ukuba uthetha inyaniso.”
30. Wathi yena, “Nkosi yam ndincedise ngokuchasene nabantu abazizingcoli.”

Icandelo 4

31. Ke kaloku ukufika kweziThunywa zethu (iingelosi) kuIbrâhîm neendaba ezivuyisayo, zathi, “Inene thina siya kubatshabalalisa abantu besi sixeko, inene abantu baso baye babangabenzi bobugwenxa.”
32. uIbrâhîm wathi, “Inene kuso apho kukho noLût nje.” zathi zona, “Sazi ngcono thina okungaphakathi kuso. Inene siya kumsindisa yena nosapho lwakhe, ngaphandle komkakhe. Yena ungomnye wabo baya kushiyeka ngemva.”
33. Ke kaloku ukufika kweziThunywa zeThu kuLût waya wakhathazeka ngenxa yazo waziva exhalabe kakhulu ngazo, zathi zona, “Mûsâ ukoyika, ungaxhalabi nokuxhalaba. Inene thina siya kukusindisa wena nosapho lwakho, ngaphandle komkakho, yena ungomnye wabo baza kushiyeka ngemva.
34. Inene thina siza kuhlisa isohlwayo esibhakabhakeni phezu kwabantu besi sixeko ngokuba bona baye baba nendelelo abathobela.”
35. Ke kaloku Sayishiya ingumqondiso ocacileyo kubantu abasebenzisa ingqiqo.

2 Oku kuthetha ukuthi babezizihange (29:29), belalela abantu, babakhuthuze koohola bendlela.

36. Kanti kwaMidiyan (Sathumela) umntakwabo uShu'aybh wathi, "Hini na bantu bakuthi, khonzani uAllâh, nilindele iMini yokugqibela, ningenzi ukungcola emhlabeni nisasaze ububi."
37. Kodwa bamphikisa bona, yabahlasela ke yona inyikima, baza baba zizidumbu bawa badunduluza emizini yabo ngentseni.
38. Kananjalo (Satshabalalisa) ama-'Ad namaThamûd, kwaye sekucacile kuwe ngamabhodlo ezindlu zabo yaye uShaytân wenza zabonakala zilungile izenzo zabo kubo wabakhupha eNdleleni ukanti babephiwe ingqiqo.
39. Kanti no'Kârûn (Samtshabalalisa) naye noFir'awn noHâmân. Ukanti uMûsâ wayesele efikile kubo nemiqondiso ecacileyo, baza bona bakhukhumala emhlabeni, kodwa abazanga basoyise Thina.
40. Ngamnye kubo Samhlasela ke ngezono zakhe; ukanti phakathi kwabo kukho abo Sabathumela izichotho zamatye, kuze phakathi kwabo kubekho abo bahlaselwa ngoqhushumbiso (oluvela esibhakabhakeni), kubekho phakathi kwabo abo Senza umhlaba wabaginya, kuze kubekho nabanye kubo eSabatshonisa (emanzini). Ke kaloku uAllâh Wayengekhe Abenze ubugwenxa koko ngabo ngokwabo abazenza ubugwenxa.
41. Umzekelo wabo bazithabathela bakhuseli bambi ngaphandle koAllâh unjengowesigcawu esizakhela umzi. Inene owona mzi uyacuyacu kunayo yonke imizi ngumzi wesigcawu ukuba bebesazi.
42. Inene uAllâh wazi zonke izinto ababiza kuzo ezingaphandle kwaKhe. Yena ke nguSobunganga, nguSolwazi.
43. Le mizekeliso Siyenzela abantu, kodwa akukho uya kuyiqiqa ngaphandle kwabo bolwazi.
44. UAllâh Wadala amazulu nomhlaba ngenyaniso. Inene apho kukho umqondiso kwabakholwayo.

Icandelo 5

45. Cengceleza ke wena oko kutyhilwe kuwe kuvela eNcwadini, umisele i*Salâh* (umthandazo). Inene i*Salâh* ithintela ukuziphatha ngokungcola nokwenziwa kobugwenxa, ukanti inkumbulo ngoAllâh yiyona inkulu. Kananjalo uAllâh Uyakwazi oko nikwenzayo.

Isiqendu 21

46. Ke kaloku musani ukuphikisana nabantu beNcwadi koko makube ngendlela elungileyo, ngaphandle kokuba ngabo benza intswela bulungisa phakathi kwabo, yithani ke nina (kubo), "Siyakholwa thina koko kutyhilwe kuthi nakoko kwatyhilwa kuni yaye uThixo wethu noThixo wenu Mnye; yaye thina singabo bazinikela kuYe."
47. Siyithumele njalo ke iNcwadi (i'Kur'ân) kuwe ukanti nabo Sasibathumelele isiBhalo ngaphambili kunawe bayakholwa kuyo (i'Kur'ân). Naphakathi kwabo aba bantu kukho abo bakholwayo kuyo. Ukanti akukho namnye ozalayo iiVesi zeThu ngaphandle kwabangakholwayo.
48. Ke kaloku wena akuzanga ucengceleze nayiphi na incwadi ngaphambili kunayo, ungazanga ubhale nenye ngesandla sakho sokunene. Ke kaloku abaphikisi bebeya kuba nesizathu (esivakalayo) sokuthandabuza.
49. Ukusuka apho (i'Kur'ân) iziiVesi ezicacileyo (ezigcinwe) ezifubeni zabo banikwe ulwazi. Ukanti akukho namnye ozalayo iiVesi zeThu ngaphandle kwabenzi bobubi.
50. Kodwa bathi, "Kutheni na imiqondiso evela eNkosini yakhe ingathunyelwa nje kuye (uMuhammad)?" Yithi wena: "Imiqondiso ikuAllâh kuphela, mna ndinguMlumkisi ocacileyo."
51. Akwanelanga na kubo okokuba Satyhila iNcwadi (i'Kur'ân) kuwe abayicengcelezelwayo? Inene leyo yinceba nenkumbuzo kubantu abakholwayo.

Icandelo 6

52. Yithi, “Wanele uAllâh phakathi kwam nani ukuba abe liNgqina. Yena Wazi okusemazulwini nokusemhlabeni. Kananjalo abo bakholelwa ebuxokini bangakholwa kuAllâh ngabo abangabalahlekelwa.”
53. Kananjalo bathi kuwe khawuleza nesohlwayo. Ukuba ngaba bekungekho ngenxa (yommiselo) wexesha elikhethiweyo, isohlwayo ngesele safikelela kubo. Kodwa ngokwenene sona siza kufika kubo ngequbuliso lo gama bengeka.
54. Bathi kuwe khawulezisa ngesohlwayo, inene, isiHogo siya kubagubungela abangakholwayo.
55. NgeMini isohlwayo siya kubagubungela ngaphezu kwabo nangaphantsi kweenyawo (zabo) kuze kuthiwe kubo, “Ngcamlani ke (iziphumo) zoko nakwenzayo.”
56. Hini na zicaka zaM ezakholwayo, inene umhlaba waM wandlalekile, ngoko khonzani Mna (Ndedwa kuwo).
57. Umphefumlo ngamnye uza kukungcamla ukufa. KuThi kulapho niza kubuyiselwa khona.
58. Ke kaloku abo bakholwayo, benza izenzo ezilungileyo Thina Siya kubabela amagumbi ePaladesi ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwawo, baze apho bahlale ngonaphakade. Hayi ukuba mhle komvuzo wabenzi bokulungileyo
59. Abaye baba nomonde, babeka ithemba labo eNkosini yabo (uAllâh).
60. Zingaphi izidalwa ezingazithwaleli ngokwazo imbonelelo yazo. UAllâh Uyazibonelela zona ndaweninye nani. Yena nguSokuva, nguSolwazi.
61. Ukuba ungababuza, “Ngubani Owadala amazulu nomhlaba, Walawula ilanga nenyanga?” Ngokuqinisekileyo baza kuthi, “NguAllâh.” Baqhatheke njani ke (balahleka eNdleleni)?

62. UAllâh Wandisela isixhaso sakhe nabani na lowo Athandileyo kwizicaka zaKhe Amenzele umlinganiselo wakhe. Inene uAllâh kwizinto zonke nguSolwazi.
63. Kananjalo ukuba ungababuza, “Ngubani Othumela imvula emhlabeni isuka esibhakabhakeni, Anike ubomi ngayo emhlabeni emveni kokuba ubungenabomi?” Ngokungathandabuzekiyo baza kuthi, “NguAllâh.” Yithi wena, “Ukudunyiswa kokuka-Allâh”; kodwa uninzi lwabo aluqiqi.

Icandelo 7

64. Ke kaloku ubomi balo mhlaba abunto yimbi ngaphandle kokuba kukuphambukisa nokonwabisa. Inene uBomi bekhaya elizayo bobona Bomi ukuba bebesazi.
65. Kanti xa bekhwela enqanaweni, bayathandaza kuAllâh, banyaniseke kuYe ekukholweni. Kodwa Athi Akubafikisa besindile enxwemeni, ngoko nangoko bayamanise abanye kuYe (oothixo uAllâh).
66. (Loo nto beyenzela) ukuphika oko Sibaphe kona, baze bazonwabise. Kodwa baza kwazi.
67. Ababonanga na okokuba Senza (isixeko saseMakkah) saba yindawo engcwele yokhuseleko lo gama abantu (kwezinye iindawo) ezibangqongileyo bethatyathwa bexhwilwa (ngokugetyengwa)? Bona bakholelwa ebuxokini kusini na, ze kwizibele zika-Allâh bangakholwa?
68. Ngubani ke intswela bulungisa egqitha lowo uqamba ubuxoki ngoAllâh okanye aphike inyaniso sele ifikile kuye? Alikho siHogweni na ikhaya elifanele abangakholwayo?
69. Ke bona abo bazabalazela (ukukholisa) Thina Siya kubakhokelela eziNdleleni zeThu. Inene uAllâh Ukunye nabangabenzi bokulungileyo.

ISahluko 30
AR-RÛM (AMAROMA) 30\

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Alif-Lâm-Mîm.
2. AmaRoma oyisiwe.
3. Kwilizwe elikufuphi (eSiriya, eIraq, eJordan nasePalestina). Kodwa nabo emva kokoyiswa kwabo baza kuba noloyiso.
4. Kwisithuba seminyaka embalwa. Ngoka-Allâh umyalelo ekuqalekeni nasekugqibeleni. Kananjalo ngayo loo mini amakholwa aya kugcoba.
5. Ngoncedo luka-Allâh. Yena Unika uloyiso lowo Athande (ukumnika), Yaye Yena nguSobunganga, uSozinceba.
6. (Esi) sisithembiso sika-Allâh. UAllâh Akasileli (ekuzalisekiseni) esaKhe isithembiso, kodwa uninzi lwabantu alwazi.
7. Bona bayakwazi okuvelileyo ebomini balo mhlaba kodwa mayela noBomi oBuzayo, abanalo ulwazi.
8. Abacamngci na emiphefumlweni yabo (babone)? UAllâh Akazanga Adale amazulu nomhlaba nako konke okuphakathi kuwo ngaphandle kokuwadalela enyanisweni nexesha elimisiweyo. Yaye inene, abantu abaninzi abakholwa kwindibano yabo neNkosi yabo (uAllâh)[1].
9. Abahamba-hambanga na ehlabathini babone ukuba sabanjani na isiphelo sabo babengaphambili kunabo? Bona babebakhulu kunabo ngokwamandla, yaye babelima umhlaba, besakha ngaphezulu kunokuba bona bakhile. Ke kaloku abaThunywa[2] babo beza kubo nemiqondiso ecacileyo.Yaye uAllâh

1 Abakholwa ukuba ngenye iMini baza kumiswa phambi koAllâh baxoxe ngezenzo zabo (30:8)

2 AbaThunywa (30:9) ngabaProfeti baka-Allâh.

Wayengekhe Abenze ubugwenxa, koko ngabo ngokwabo abazenza ubugwenxa.

10. Ke kaloku isiphelo sabo benza ukungcola saba sibi kakhulu ngokuba bayiphika imiqondiso ka-Allâh, bephoxisa ngayo.

Icandelo 2

11. UAllâh Uyiqala ekuqaleni indalo; Uya kuphinda ayiphinde; nize nina nibuyiselwe kuYe.
12. Ke kaloku Mhla iYure yafika izaphula-mthetho ziya kuphelelwa lithemba.
13. Kananjalo kubo akuyi kubakho namnye umthetheleli kumahlulelane abo, yaye baya (kuqala) bangakholwa[3] kumahlulelane abo.
14. Kananjalo ngeMini yokufika kweYure ngaloo Mini baya kwahlukaniswa.
15. Mayela nabo bakholwayo, benza izenzo ezilungileyo, baya kuba seMyezweni (ePaladesi), bevuya.
16. Ke bona abo baye bangakholwa baphika iiVesi zeThu nendibano yakuBomi oBuzayo, abo baya kuziswa esohlwayweni.
17. Ngoko ke mzukiseni uAllâh xa nifikelela kungcwalazo, naxa nifikelela kwintseni.
18. Yaye iindumiso (zonke) zezaKhe emazulwini nasemhlabeni. Kananjalo Mzukiseni Yena emalanga nasemvakwemini.
19. Yena Ukhupha abaphililileyo kwabafileyo, Akhuphe abafileyo kwabaphililileyo, Abuyisele ubomi emhlabeni emveni kokuba kokufa kwawo. Nani niya kubuyiselwa (ebomini) ngolo hlobo.

3 Abantu abakhonza uAllâh ngokumxuba nezinye izinto ezinje ngezinyanya, (30:13) abathi zincedisana naYe ngeMini yoVuko baza kuqala bangakholwa kwezo zinto ukuba nazo zingoothixo kodwa oko akuyi kunceda nto kuba baya kuba sele beshiyiwe lixesha kungasekho kuguquka.

Icandelo 3

20. Eminye imiqondiso yaKhe kukuba Wadala nina ngothuli (lomhlaba); ngephanyazo naba ngabantu abathe saa (emhlabeni wonke).
21. Kananjalo omnye wemiqondiso yaKhe kukuba Wanidalela abalingane benu Ebathabatha eziqwini zenu khon'ukuze nifumane kubo ukwaneliseka (komphefumlo); Waza kananjalo wafaka phakathi kwenu uthando nenceba. Inene koko kukho imiqondiso kubantu abacingisisayo.
22. Omnye wemiqondiso yaKhe kukudalwa kwamazulu nomhlaba nokwahlukana kweelwimi zenu nemibala yenu. Inene kuko oko kukho umqondiso kwabo bolwazi.
23. Omnye wemiqondiso yaKhe kukulala kwenu ebusuku nasemini nokufuna kwenu iziBele zaKhe. Inene kuko oko kukho imiqondiso kubantu abaphulaphulayo.
24. Kananjalo omnye wemiqondiso yaKhe kukuba Unibonisa ukubaneka (okunibangela) uloyiko nethemba, Aze Athumele imvula isuka esibhakabhakeni Athi ngayo Avuse umhlaba emva kokuba ubungenabomi. Inene kuko oko kukho imiqondiso kubantu abasebenzisa ingqiqo.
25. Kananjalo omnye wemiqondiso yaKhe kukuba izulu nomhlaba (zimi) ngomyalelo waKhe. Ke kaloku xa Enibiza isihlandlo esinye emhlabeni, niya kuza ngaphambi (kwaKhe).
26. Kananjalo kokwaKhe okusemazulwini nasemhlabeni. Zonke (izinto) ziMthobela ngenyameko Yena.
27. NguYe Oqalisa indalo; Aze ayiphinde, yaye oko kulula kuYe. OkwaKhe kukuba Achazwe ngezichazi[4] ezizezona ziphakamileyo emazulwini nasemhlabeni. Yaye nguSobunganga, uSobulumko.

4 Izichazi (30:27) zizincomo kungenjalo zizibaluli, iimpawu okanye iinqobo zaKhe.

Icandelo 4

28. Yena Uninika umzekelo weziqu zenu. Ingaba phakathi kwabo izandla zenu zokunene zibabambileyo (amakhoboka), bakhona abangamahlulelane kuni koko Siniphe kona khona ukuze balingane nani nibahloniphe ngentlonipho enihloniphana ngayo nina xa ninodwa? Sizicacisa kanjalo ke iiVesi ebantwini abanengqiqo.
29. Kodwa abo bagwenxa balandela iminqweno yabo bengenalwazi. Kodwa ngubani na ongakhokela lowo uAllâh Amyekele ekulahlekeni? Yaye kubo akuyi kubakho bancedi.
30. Ngoko ke wena (Muhammad) bhekisa ubuso bakho enkolweni, uthambekele ngasenyanisweni (utshele) kwi'*Fitrah*'[5] (ka-Allâh) Awadala ngayo abantu makungabikho kuguquka enkolweni ka-Allâh. Leyo ke yiNdlela ethe Tye kodwa abantu abaninzi abazi.
31. (Hlala ubambelele kuyo), ubuyele kuYe ngenguquko, woyike Yena, umisele umthandazo, ungabi ngomnye wabo bayamanisa abanye kuAllâh.
32. (Okanye) abo bahlulahlule inkolo yabo baba ziimvaba ngeemvaba, imvaba nganye ivuyela oko inako (kwenziwe yiyo).
33. Ke kaloku xa ubunzima buchukumisa abantu, babiza eNkosini yabo, bebuyela kuYo ngenguquko. Ize Ithi Yakubangcamlisa inceba evela kuYo, ngoko nangoko iqela elithile kubo layamanise abanye eNkosini yalo,
34. (Besenzela) ukuba baphike oko bakuphiwe siThi. Ngoko ke zonwabiseni nina [okwethutyana, (kungekudala)] niza kwazi.
35. Ingaba mhlawumbi Sibathumelele igunya (incwadi enika ubungqina), ethetha ngoko bakwayamanisa naYe (uAllâh)?

5 I*Fitrah* (30:30) yimo yomntu elungileyo engqinelana nentando ka-Allâh, ihambelane nendalo xa engathanga wagqwethwa ingqiqo yakhe ziinkolo ngeenkolo nezinye izinto ezimngqongileyo

36. Ke kaloku Sisakwenza abantu bangcamle inceba bayavuya, kodwa besakuthwaxwa bububi ngenxa yoko kwenziwe zizandla zabo, ngoko nangoko bathi khulubembe.
37. Ababoni na ukuba uAllâh Wandisela isixhaso sakhe lowo Athande (ukumandisela) Aze Ancitshe (lowo Athande ukumncitsha)? Inene kuko oko kukho imiqondiso kubantu abakholwayo.
38. Ngoko ke nika isizalwana (sakho) ilungelo laso, nabo basweleyo nomhambi. Oko kokona kulungileyo kwabo banqwenela inkxaso ka-Allâh, yaye ngabo abaya kuphumelela.
39. Ke kaloku nantoni na eniya kunikela ngayo yemali nzala[6] nisenzela ukwandisa ubutyebi babantu ayiyi kwanda kuAllâh. Kodwa eniya kunikela ngako kwi*Zakâh*, nifuna inkxaso ka-Allâh oko kuya kuba sisandiso.
40. UAllâh nguloWo Wanidalayo, Waza Wanibonelela (ngesixhaso) kwaye Usaya kunenza nife, Aze Aphinde Aninike ubomi. Ingaba likhona na kumahlulelane enu elenza into enjalo? Uzuko malube kuYe Uphakamile Yena koko bakwayamanisa kuYe.

Icandelo 5

41. Ukungcola sele kubonakele elizweni lonke naselwandle ngenxa yoko kwenziwe zizandla zabantu, khona ukuze uAllah Abangcamlise inxalenye yoko bakwenzileyo, ukuze babuyele (ngenguquko kuAllâh, bacele itarhu kuYe).
42. Yithi (Muhammad), “Hamba-hambani elizweni nibone ukuba saba njani na isiphelo sabo bangaphambili (kunani)! Uninzi lwabo lwalungabayamanisi (bezithixo kuAllâh).

6 Baya kwahlulahlulwa (30:43), abakholwayo bangeniswe ePaladesi, abangakholwayo bangeniswe esiHogweni.

43. Ngoko ke wena bhekisa ubuso bakho, kwinkolo elungileyo ingekafiki iMini evela kuAllâh, engenakubuyiselwa mva. Ngaloo Mini, baya kwahlulahlulwa[7].
44. Lowo ungakholwayo, (iziphumo) zokungakholwa kwakhe ziya kuba phezu kwentloko yakhe. Ke bona abo benza izenzo ezilungileyo, balungiselela iziqu zabo.
45. Khon'ukuze (uAllâh) Avuze abo baye bakholwa, benza izenzo ezilungileyo ngobubele baKhe. Inene Yena Akabathandi abangakholwayo.
46. Omnye wemiqondiso yaKhe kukuba Yena Uthumela imimoya ukuba ibe zizandulela zeendaba ezivuyisayo nokunenza ningcamle inceba yaKhe. (ngokuninika imvula) zize kananjalo neenqanawa ziwize[8] (elwandle) ngomyalelo waKhe ukuze nani nifune ububele baKhe, mhlawumbi niya kuba nombulelo.
47. Ke kaloku sele Sithumele abaThunywa ngaphambili kunawe kubantu bakubo, yaye beza kubo nemiqondiso ecacileyo; Thina ke Sathabatha impindezelo kwabo benza ulwaphulo-mthetho, kwaza kwaba luxanduva lweThu ukuxhasa amakholwa.
48. UAllâh nguYe Othumela imimoya, khon'ukuze iphakamise amafu iwasasaze esibhakabhakeni ngohlobo Athande ngalo, ize iwahlulahlule abe ziingqimba, ude ubone amachaphaza emvula ephuma phakathi kuwo! Aze (amachaphaza lawo) athi esakuwela kwabo (uAllâh) Athande ukuba awele phezu kwabo kwizicaka zaKhe, bavuye!

7 Oku (30:39) kuthetha ukuthi abantu abahlawula imalinzala nabo bahlawuliswa imalinzala abayi kuvuzwa nguAllâh ngaphandle kokubohlawaya.

8 Ukuwiza (30:46) ngokwesiXhosa kukudada emanzini ungabethi qampu, neenqanawa ke ziyadada elwandle kodwa azibethi qampu kodwa ke noko kunjalo le ndlela yokuthetha isengaba sisithetho sendawo umguquleli (uImam Ismaaeeel Ngqoyiyana) awakhulela kuyo, ngokuba ngesiNgesi kuthiwa kuku'sailor', uku*sailor* oko iDictionery ka-Arnold Fischer yesiXhosa nezinye aziniki ngcaciso yanelisayo ngeli gama ngaphandle kokuthi kukudada.

49. Ukanti eneneni phambi kokuba loo (mvula) ithululwe phezu kwabo, bebekade bethe khulubembe!
50. Khangela ke iziphumo zenceba ka-Allâh: Indlela Awuvuselela ngayo umhlaba emva kokufa kwawo. Inene, (uAllâh) nguloWo Uza kunika ubomi kwabafileyo, yaye Yena Unamandla ngaphezulu kwezinto zonke.
51. Kodwa ukuba beSinokuthumela umoya (ombi) baze babone (izityalo zabo zijike zaba lubhelu, emva koko bebeza kusala bengabangakholwayo.
52. Ke wena enyanisweni awungekhe wenze abafileyo bave, ungekhe kananjalo wenze izithulu zive ukubizwa xa sele zitshikile zafulathela, zarhoxa.
53. Kananjalo akungekhe ukhokelele iimfama uzikhuphe ekulahlekeni. Wena uya kwenza kuve abo bakholwayo kwiiVesi zeThu baze babe ngamaMuslim (bazithobe phantsi kwentando ka-Allâh).

Icandelo 6

54. UAllâh nguloWo Wanidalayo (nikwimo) yobuthathaka, Waza wanenza naba namandla emva kokuba buthathaka (kwenu), Waphina wanenza naba buthathaka emva kokuba namandla, neenwele ezingwevu. Yena Udala oko Akuthandileyo yaye Yena nguSolwazi, uSomandla.
55. NgeMini eya kuvela ngayo iYure izaphula-mthetho ziya kufunga okokuba ziphile iyure (enye emhlabeni). Kuya kuba ngolo hlobo ke ukuziqhatha kwabo.
56. Kodwa bona abo banikwa ulwazi nokholo baya kuthi, “Nina naphila (emhlabeni) kangangexesha elingummiselo ka-Allâh kwada kwaba yiMini yoVuko, le ke yiMini yoVuko, kodwa anizanga niyazi[9] nina.”

9 Ukungayazi kwabo (30:56) kuthetha ukuba abazanga bayilugiselele, ngokukholwa, benze yonke imisebenzi ehambelana nokukholwa kwabo.

57. Ke kaloku ngaloo Mini ukuzithethelela kwabo akuyi kubanceda nto abo benza ubugwenxa, bengayi kuyalelwa nokuyalelwa ukuba bazicengezelele kuAllâh.
58. Kananjalo Thina Sinike abantu (zonke iintlobo) zemizekeliso. Kodwa ukuba (wena Muhammad), ungabazisela umqondiso, inene abangakholwayo (kubo) bangathi, “Nina (makholwa) ningabaqambi bobuxoki.”
59. Uzitywina kanjalo ke uAllâh iintliziyo zabo bangazi (nto).
60. Ngoko ke nyamezela (ngomonde), inene, isithembiso sika-Allâh siyinyaniso. Kananjalo ungabavumeli bakutyhafise abo bangaqinisekanga ngokholo (lwabo).

ISahluko 31
LU'KMÂN (ULU'KMÂN) 31

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Alif-Lâm-Mîm.
2. Ezi ziVesi zeNcwadi elumkileyo,
3. ZisisiKhokelo nenceba kubenzi bokulungileyo.
4. Abamisela i*Salâh*, banikele nge*Zakâh*, yaye bona baqinisekile ngoBomi oBuzayo.
5. Bona abo bakwisiKhokelo esilungileyo esivela eNkosini yabo, yaye ngabo abaya kuphumelela.
6. Ebantwini kukho lowo uthenga intetho yokonwabisa[1] elahlekisa (abanye) eNdleleni ka-Allâh engenalwazi yaye uyithabatha (iNdlela ka-Allâh) njengento yokuhlekisa. Abo banjalo baya kufumana isohlwayo esilihlazo.
7. Naxa iiVesi zeThu zicengcelezwa kuye, Uyatshikila ngenkukhumalo abe ngathi akhanga azive, enze ngathi kukho ubuthulu ezindlebeni zakhe. Ngoko ke mnike iindaba 'ezivuyisayo' zesohlwayo esibuhlungu.
8. Inene abo bakholwayo, benze izenzo ezilungileyo, okwabo yimiyezo yolonwabo,
9. Apho baya kuhlala ngonaphakade, (esi) sisithembiso sika-Allâh esiyinyaniso. Ke Yena nguSobunganga, uSobulumko.

1 Intetho yokonwabisa (31:6) zizo nantoni izinto ezithethwa ngabantu ezilulwazi olungeyonzuzo ezachazwa ngabafundi boMprofeti ka-Allâh uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, ngokuba ziyi'*Shirk*' (ukwayamanisa izithixo kuAllâh), amabali alahlekisayo, iingoma ezingenambadla, okanye umculo, nayo yonke enye into equka ukuphambukisa abantu ekukhumbuleni uAllâh

10. Yena Wadala amazulu ngaphandle kweentsika eninokuzibona Waza Wamilisela iintaba eziqinileyo emhlabeni, (kuba) hleze (umhlaba) uhexahexe nani, Waza Wenza kwathi saa (inzala) yezidalwa zonke. Kananjalo Sithulula imvula ivela esibhakabhakeni, Senze kukhule apho ngayo (izityalo) zayo yonke intlobo yendalo exabisekileyo.
11. Le yindalo ka-Allâh. Ndiboniseni ke ukuba yintoni na abanye ngaphandle kwaKhe abayidalileyo. Ukusuka apho abenzi bobugwenxa basekulahlekeni.

Icandelo 2

12. Ngokwenene Thina Sanika uLu'kmân ubulumko (Sathi kuye), "Yiba nombulelo kuAllâh." Ke kaloku nabani na lowo unombulelo (kuAllâh) ubulelela (ukuzinceda) isiqu sakhe. Ke lowo uphika (izibele zika-Allâh) inene Yena uAllâh Akananto Ayidingayo yaye Yena ngoWokudunyiswa.
13. Yabona uLu'kmân wathi kunyana wakhe xa wayemyala, "Hini na nyana wam, ungayamanisi nto kuAllâh. Inene ukwayamanisa (into kuYe) yintswela bulungisa enkulu."
14. Kananjalo Thina siyalele (ukulunga) emntwini kubazali bakhe. Umama wakhe wamthwala, ebunzimeni, phezu kobunzima, kwaza ukulunyulwa kwakhe kwaba kwiminyaka emibini. (Wena ke mntu) nika umbulelo kuM nakubazali bakho; kukuM apho kuza kubuyelwa khona.
15. Kodwa xa (abazali bakho abo) bekuyalela ukuba wayamanise nto yimbi kuM, ongenalwazi[2] ngayo wena, ungabathobeli kodwa bakhaphe kweli hlabathi ngobubele obufanelekileyo, ulandele indlela yabo baguqukayo babuyela kuM. Ngoko ke

2 Oku (31:15) kuthetha ukuba ungaze uvume ukunyanzelwa ngabazali okanye izizalwana zakho ukuba unqule enye into engengoAllah, enokuba uyayazi na loo nto okanye akuyazi, wena. awuvumelekanga ukuba uyinqule.

kukuM apho niza kubuyela khona, yaye Ndiza kunixelela ngoko nakwenzayo.

16. (Ulu'kmân wathi kunyana wakhe), "Hini na nyana wam, enokuba isenzo esigwenxa singaba ngangokhozo lwemostadi nokuba singaba (phantsi) kwelitye okanye (phi na) emazulwini okanye emhlabeni, uAllâh Uya kuza naso. Inene uAllâh Unocoselelo, Uyazi.
17. Wena ke nyana wam, misela i*Salâh*, uyalele okulungileyo, walele okungalunganga, ube nomonde ngokukuhleleyo[3]. Inene leyo yenye yezinto ezifunisa inzondelelo.
18. Kananjalo ungabatshikileli (ngendelelo) abantu, ungahambi ngenkukhumalo emhlabeni. Inene uAllâh Akabathandi abo baziqhathayo nabazigwagwisayo.
19. Yiba phakathi ngokunyathela kwakho uthobe izwi lakho; inene awona mazwi angathandekiyo (kumazwi) ngaweembongolo."

Icandelo 3

20. Ingaba aniboni na ukuba uAllâh Wenze konke okusemazulwini nasemhlabeni kwaphantsi kwenuo Waza Wanenzela uBubele baKhe ngokubanzi, (kwizinto) ezibonakalayo nezingabonakaliyo? Kodwa ebantwini kukho lowo uxoxa, aphikise ngoAllâh engenalwazi okanye isiKhokelo, okanye iNcwadi ekhanyisayo.
21. Naxa kusithiwa kubo, "Landelani oko uAllâh Akutyhilileyo." Bathi bona, "Thina, siza kulandela oko safumana ookhokho bethu bekuko." Enokuba uShaytân wayebamemela (abo yise babo) esohlwayweni sedangatya loMlilo na?
22. Nabani na lowo unikela ubuso bakhe kuAllâh, aze abe ngumenzi wokulungileyo lowo ubambelele kwesona Sandla

3 Oku (31:17) kuthetha ukuba masinyamezeleni, singathi xa sihlelwe bububi okanye into ebuhlungu sisole uAllâh side sifune nokuyeka inkolo ka-Allâh i-Islam ngenxa yeembandezelo neentshutshiso esizifumanayo.

sithembekileyo. Ke kaloku kuAllâh kulapho iziphumo zemibandela (yonke) ziya khona.

23. Ke yena lowo uye wangakholwa, ukungakholwa kwakhe makungakukhathazi wena. KukuThi apho baza kubuyela khona, yaye Siza kubaxelela ngoko bakwenzayo. Inene, uAllâh nguMazi wokusezifubeni.
24. Sibanika ulonwabo okwethutyana; kanti Sisaya kubanyanzela ukuba bangene kwisohlwayokazi esikhulu.
25. Xa ubabuza, "Ngubani owadala amazulu nomhlaba?" Ngokuqinisekileyo baza kuthi, "NguAllâh." Yithi ke wena, "Ukudunyiswa kokuka-Allâh!" Kodwa uninzi lwabo alwazi nto.
26. Kokuka-Allah okusemazulwini nasemhlabeni. Inene uAllâh, sisiTyebi, ngowokudunyiswa.
27. Ukuba ngaba imithi le ibiziintsiba zokubhala nolwandle (olu luyi-inki), lize longezwe ngezinye iilwandle ezisixhenxe, amazwi ka-Allâh ebengayi kuphela. Inene, uAllâh nguSobunganga, uSobulumko.
28. Ukudalwa kwenu nokuvuswa kwenu akuyi kuba yinto yimbi ngaphandle kokuba njengokuvuswa komphefumlo omnye. Inene, uAllâh Uyeva yaye Uyabona.
29. Akuboni na okokuba uAllâh Wenza ubusuku bungene kwimini Aze enze imini ingene kubusuku, Waza Wenza ilanga nenyanga, nganye kuzo yabaleka (kweyayo indlela), kangangethuba elithile ezibekelwe lona, kwanokuba uAllâh, ngayo nantoni na eniyenzayo Unolwazi ngayo?'
30. Oko kungenxa yokuba uAllâh UyiNyaniso, ukanti ezo nto babiza kuzo ngaphandle kwaKhe zibubuxoki, nangenxa yokuba uAllâh Uphakamile, Mkhulu.

Icandelo 4

31. Akuboni na ukuba iinqanawa ziwiza[4] zinqumle ulwandle ngobabalo luka-Allah khona ukuze Anibonise imiqondiso yaKhe? Inene kuko oko kukho umqondiso kuye nabani na onomonde nonombulelo.
32. Ke kaloku athi amaza esakubagquma okwamaphahla, bathandaze kuAllâh, benyanisekile kuYe enkolweni. Kodwa Esakubahlangulela emhlabeni kubakho abanye kubo abadikidiki (abaphakathi kokukholwa nokungakholwa). Ukanti akukho bani uzalayo iiVesi zeThu ngaphandle kwalowo unobungcatshi ongenambulelo.
33. Hini na bantu, yoyikani iNkosi yenu noyike neMini apho kungekho tata uya kunceda nyana, kungekho nyana uya kunceda tata. Inene, isithembiso sika-Allâh siyinyaniso, ngoko musani ukwenza ubomi balo mhlaba bunikhohlise kananjalo ningakhohliswa ngumkhohlisi ngoAllâh.
34. Inene, uAllâh (Yena Yedwa) Unolwazi lwe Yure yaye Uthoba imvula Esazi kananjalo okokuba yintoni na esezibelekweni. Ke kaloku akukho mphefumlo waziyo okokuba uza kuzuza ntoni na ngomso, kungekho mphefumlo waziyo okokuba uza kufela kwiliphi na ilizwe. Inene uAllâh Uyazi, Uyaqaphela.

4 Khangela ingcaciso yoku (31:31) kuVesi 46 kwisahluko sama-30, uSûrah Ar-Rum kwi'footnote' 8

ISahluko 32
SAJDAH (UKUQUBUDA) 32

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Alif-Lâm-Mîm.
2. (Esi) sisiTyhilelo seNcwadi ekungekho ntandabuzo kuyo, sivela kwiNkosi yamazwe.
3. Okanye mhlawumbi bathi, "UMuhammad Uyiqambe ngokwakhe?" Ukusuka apho yona iyinyaniso evela eNkosini yakho, khon'ukuze ulumkise abantu abangazanga baba naMlumkisi uzayo (kubo) ngaphambili kunawe, ukuze bakhokeleleke.
4. UAllâh nguloWo Wadala amazulu nomhlaba nako konke okuphakathi kwawo ngeentsuku ezintandathu; Waza Wazimisa ngentla kweTrone. Nina ngaphandle kwaKhe aninamkhuseli okanye umthetheleli; ngoko aniyi kukhumbuzeka ke?
5. Yena Ucwangcisa yonke into esemazulwini ukuya emhlabeni; ukanti iza kuphinda inyukele kuYe ngeMini ebude bayo buyiminyaka eliwaka yaleyo niyibalayo.
6. LoWo nguMazi wokungabonwayo, nongqinelwayo, uSobunganga, uSozinceba.
7. Yena Wenza zalunga zonke izinto Awazidalayo Waza Wayila indalo yomntu ngodongwe.
8. Waza Wenza inzala yakhe ngolwelo olunyanyekayo (imbewu yomntu).
9. Wambumba ngomlinganiselo ofanelekileyo, Wamphefumlela umoya waKhe, Wanenzela ukuva nokubona nentliziyo (ingqiqo); kuncinane enibulela ngako.

10. Kananjalo bathi, “Sisakuba sele sinyamalele emhlabeni, ingaba ngenene siza (kuphinda sidalwe) sibe kwindalo entsha?” Eneneni bona kwindibano yabo neNkosi yabo abakholwa.
11. Yithi, “Ingelosi yokufa yona nibekwe phantsi kohoyo lwayo, iza kunithatha. Ke kaloku eNkosini yenu kulapho niza kubuyiselwa khona.”

Icandelo 2

12. Akwaba ubungakhe ubone xa abenzi bobubi beza kujingisa iintloko zabo phambi kweNkosi yabo, (besithi), “Nkosi yethu, Sibonile, seva nokuva, ngoko ke sibuyisele (emhlabeni); siya kwenza izenzo ezilungileyo. Inene thina ngoku siqinisekile.”
13. Ke kaloku ukuba beSithanda, beSinganika umphefumlo ngamnye isiKhokelo sawo, kodwa ke ilizwi elivela kuM liza kwenzeka (elokuba) Mna Ndiya kuzalisa isiHogo nge*jinni* nabantu ndaweninye.
14. Ngoko ke ngcamlani (isohlwayo) kuba nina naye nalibala ngendibano yangayo le Mini yenu; naThi ke Silibele ngani. Ngcamlani isohlwayo sanaphakade ngenxa yoko nakwenzayo (ehlabathini).”
15. Iya kuba ngabo bakholwa kwiiVesi zeThu kuphela, abathi xa bekhunjuzwa ngazo, bawe baqubude bazukise (uAllâh) ngendumiso yeNkosi yabo, yaye bona abanankukhumalo.
16. Amacala abo ashiya iimandlalo zabo, baye kuthandaza eNkosini yabo benoloyiko nethemba, yaye bona bayanikela kumalizo ngoko Sibaphe kona.
17. Akukho mntu waziyo ukuba yintoni na abayifihlelweyo eya kubavuyisa emehlweni njengomvuzo woko bakwenzayo.
18. Ingaba lowo ulikholwa uyafana na nalowo ungumenzi wobubi? (Nakanye), Abafani.
19. Abo bakholwayo, benza izenzo, ezilungileyo, okwabo iya kuba yiMiyezo yokhuseleko nobubele ngenxa yoko bakwenzayo.

20. Ke bona abo bangabenzi bobubi, ikhaya labo sisiHogo, ngalo lonke ixesha befuna ukuphuncula kuso baya kubuyiselwa kuso kusithiwa kubo, “Ngcamlani isohlwayo soMlilo kaloku eso nanidla ngokusiphika.”
21. Ke kaloku Siya kubenza basingcamle isohlwayo esikufuphi, phambi kokufika kwesohlwayo esikhulu khon’ukuze babuyele (eNdleleni).
22. Ngubani na owenza ubugwenxa ukugqitha kulowo ukhunjuzwa ngeeVesi zeNkosi yakhe; aze yena azitshikilele? Inene Thina kwizaphula-mthetho siza kuthabatha impindezelo.

Icandelo 3

23. Inene Thina Sanika uMûsâ isiBhalo, ngoko ke wena musa ukuba neentandabuzo ngokusifumana kwakhe. Ke kaloku Thina Sasenza (isiBhalo iTorah) ukuba sibe sisiKhokelo kubaNtwana bakwaSirayeli.
24. Kananjalo inene Thina Senza phakathi kwabo (aBantwana bakwaSirayeli) kwabakho iinkokeli ezikhokela ngomyalelo weThu, zabe zinomonde, zaye ziqinisekile ngeevesi zethu zeThu.
25. Inene iNkosi yenu Iza kugweba phakathi kwabo ngoMhla woVuko mayela noko babephikisana ngako.
26. Kanti akukacaci na kubo okokuba zingaphi izizukulwana eSazitshabalalisayo ngaphambili kunabo, (njengoko) zazihamba-hamba phakathi kwemizi yazo? Inene kuko oku kukho imiqondiso; kanti abeva na?
27. Ababonanga na ukuba Siqhuba amanzi (emafini) Siwase emhlabeni oludlolo, Size Sivelise ngawo apho izityalo ethi nemfuyo yabo idle kuzo (kanti) nabo ngokwabo? Ababoni na?
28. Ke kaloku bathi, “Luya kuba nini na olu loyiso, ukuba nithetha inyaniso?

29. Yithi wena, “NgoMhla woloyiso ukholo lwabo babengangakholwa (ngaphambili) aluyi kubanceda nto, bengayi kumelwa nokumelwa.”
30. Ngoko ke wena swayela ecaleni kubo, ulinde. Inene, nabo oku kwabo balindile.

Isahluko 33
AL-AHZÂB (IMIKHOSI YOBUMBANO) 33

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Hini na wena Mprofeti! Yoyika uAllâh, ungabathobeli abangakholwayo nabahanahanisi. Inene, uAllâh nguSolwazi, uSobulumko.
2. Wena landela oko kutyhilwe kuwe kuvela eNkosini yakho. Inene uAllâh Ukwazi konke oko nikwenzayo.
3. Ubeke ithemba lakho kuAllâh, kwaye uAllâh Wanele eYedwa ukuba Abe nguMkhuseli.
4. UAllâh Akenzanga iintliziyo ezimbini ngaphakathi endodeni. Kananjalo Akabenzanga (bangavumeleki) abafazi benu enithi ngoomama[1] benu, abavumelekanga ngokusemthethweni ukuba babe ngabafazi benu. Kananjalo Akabenzanga (bangoonyana benu) oonyana[2] enibanga ukuba ngabenu (kodwa ingengobenu koko bengoonyana enibamkele njengabenu). Oko kuyintetha nje yenu eniyitsho ngemilomo yenu, kodwa Yena uAllâh Uthetha inyaniso, yaye Ukhokelela eNdleleni (elungileyo).
5. Babizeni (oonyana enibamkele njengabenu) ngamagama ooyise babo; (okwenene) Oko kokona kububulungisa phambi koAllâh. Kodwa ke ukuba anibazi ooyise babo;

1 Oku (33:4) kwakusenziwa ngama-Arabhu phambi kokuba abe ngamaMuslim, indoda yayisuke ithi xa iqhawula umtshato nomfazi wayo incance ibele lakhe yakugqiba ithi loo mfazi ungumama wayo okanye ithi uyafana nomqolo kamama wayo, ngokutsho njalo yayithetha ukuba akasengomkayo, imlahlile. Uqhawulo mtshato olunjalo kwakusithiwa ukubizwa kwalo ngesiArabu yi**'Dzhihâr'**.

2 Nako oku (33:4) kwakukwenziwa ngama-Arabhu phambi kokufika kweIslam kuwo. Indoda yayisithi xa ichole umntwana imamkele ngokuthi ungunyana wayo ncam kube kungenjalo.

bangabazalwana benu ke enkolweni bekwangabo bagciniswe kuni. Ke kaloku akukho tyala kuni ngoko nenze impazamo ngako, ngaphandle koko nikwenze ngabom kusuka ezintliziyweni zenu. Ke Yena uAllâh nguMxoleli Ohlala Enenceba.

6. UMprofeti uSondele kumakholwa kuneziqu zawo, aze amakhosikazi akhe abe ngoomama bawo (amakholwa), ukanti bona abo basondele kakhulu ngokuzalana ngabona baneemfanelo ezinochatha (kumafa) ngokommiselo ka-Allâh (kunamanye) amakholwa neeMuhâjirûn,[3] ngaphandle kokuba nenzela abazalwana benu ububele. Oko kwabhalwa eNcwadini.
7. Yabonani! Ngethuba Sathabatha umnqophiso kubaProfeti nakuwe (Muhammad) nakuNûh nakuIbrâhîm noMûsâ no'Isâ, unyana kaMaryam, kananjalo Sathabatha umnqophiso wesifungo.
8. Wokuba Yena (uAllâh) Abuze Abanyanisekileyo ngokunyaniseka kwabo kwaye sele Elungiselele abangakholwayo isohlwayo esibuhlumgu.

Icandelo 2

9. Hini na nina bakholwayo, khumbulani uBabalo luka-Allâh kuni xa imikhosi yobumbano yeza kunihlasela Saza Sathumela phezu kwayo umoya nemikhosi (yeengelosi) enaningayiboni nina. Yaye uAllâh Ukubona konke enikwenzayo.
10. Yabona: Bathi bakufika kuni besihla ngentla kwenu nangezantsi kwenu, amehlo (enu) aqala ukulaqaza (ngenxa yokoyika), iintliziyo sele zifikelele emiqaleni, ke kaloku nina naye nacinga iingcinga (ezingendawo) ngoAllâh.

3 IiMuhâjirûn (33:6) ngabafundi boMprofeti uMuhammad, wanga uAllâh Angamsikelela amphumlise ngoxolo, abafuduka eMakkah baya kuhlala eMadinah kunye noMprofeti ngenxa yenkolo.

11. Apho amakholwa ayevavanywa, exikixwa ecikidwa ngocikido olukhulu.
12. Yabona! Abahanahanisi, nabo bantliziyo zabo zinezifo bathi, "UAllâh noMthunywa waKhe Akakhanga Asithembise nto ngaphandle kwenkohliso."
13. Ke kaloku lathi elinye iqela labo lisakuthi, "Hini na bantu baseYathrib, akukho kuzinza kuni (apha), ngoko ke buyelani komawenu." Ukanti lona elinye iqela labo lacela imvume yoMprofeti, lisithi, "Inene, imizi yethu isesichengeni," lo gama yayingekho sesichengeni babengenanjongo yimbi ngaphandle kokubaleka.
14. Kanti ke ukuba (utshaba) lwalunokungena kubo macala onke, baze bayalelwe (lutshaba) ukuba benze i*fitnah*[4]; babeza kuyenza loo nto bengalibazisanga (nakulibazisa) ngaphandle (kokuyenza) kalula.
15. Ke kaloku babesele bethembise uAllâh ngaphambili okokuba abayi kufulathela (babaleke) ukanti isithembiso esenziwe noAllâh sihleli siza kubuzwa.
16. Yithi (Muhammad), "Ukubaleka akusokuze kunincede nto ukuba nibaleka ukufa okanye ukubulala; anisayi konwaba kwakhona ngaphandle kwethutyana elincinane!"
17. Yithi "Ngubani na onokunikhusela kuAllâh xa Ethande ukunihlisela ububi okanye Ethande ukunihlisela inceba"? Kanti ke abayi kufumana nawuphi na umkhuseli ngaphandle koAllâh.
18. UAllâh Uyabazi abo (bahanahanisi) phakathi kwenu bathi kubantakwabo, "Yizani kuthi," Lo gama bona babengayi edabini, ngaphandle kokukancinane,
19. Baba nobugogotya kuni, zekuthi kwakufika ukoyika, nibabone bejonga kuni, Amehlo abo agungquze okomntu owonganyelwe kukufa. Kuze kuthi kusakumka ukoyika, banixabele

4 I*Fitnah* (33:14) yintlebendwane, intshutshiso okanye ukusasaza amahumhum olwimi

ngamalwimi abo abukhali, benobugqolo mayela (nokuxhasa) okulungileyo. Abo abakholwanga, ngoko ke uAllâh wenze imisebenzi yabo ayabi nto yanto. Yaye kulula oko kuAllâh.

20. Bacinga ukuba imikhosi yobumbano ayikashenxi, Ukanti xa inokuphinda ibuye, banganqwenela ukuba akwaba bebesetlango phakathi kwamaBhadawini, behamba bebuza iindaba ngani. Kanti ukuba bangaba kunye nani abangekhe balwe ngaphandle kokukancinane.

Icandelo 3

21. Inene nina kuMthunywa ka-Allâh uMuhammad, ninomzekelo omhle wokulandelwa nguye nabani na lowo ithemba lakhe likuAllâh noMhla wokuGqibela nohlala ekhumbula uAllah rhoqo.
22. Ke kaloku amakholwa ukubona kwawo imikhosi yobumbano, athi, “Oku koko uAllâh noMthunywa waKhe basithembise ngako, yaye uAllâh noMthunywa waKhe bathethe inyaniso.” Ke kaloku oko kuwongezelela ukholo nolwamkeleko (kuAllâh).
23. Phakathi kwamakholwa kukho amadoda anyanisekileyo koko akuthembise uAllâh. Phakathi kwawo kukho lowo uzalisekisa isifungo sakhe kuze phakathi kwabo kubekho abasalindileyo. Yaye bona abaguquguquki (balale neli bavuke neli).
24. Khona ukuze uAllâh Avuze abanyanisekileyo ngenyaniso yabo, Ohlwaye abahanahanisi ukuba Uyathanda okanye Amkele inguquko yabo. Inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
25. Ke kaloku uAllâh Wabagxotha abo bangakholwayo bebhabhazela ngumsindo, bengafumananga nto ilungileyo. Kwaye uAllâh Wayanele Eyedwa edabini kumakholwa, yaye uAllâh nguSomandla, Unobunganga.
26. Yena Wabathobela phantsi Wabakhupha kwiinqaba zabo abo bangaBantu beNecwadi (babexhasa abangakholwayo)

Wabafaka uvalo ezintliziyweni zabo khona ukuze elinye iqela labo nilibulale elinye iqela labo nilenze abathinjwa.

27. Ke kaloku Yena (uAllâh) Wanenza ukuba nibe ziindlalifa zemihlaba yabo nemizi yabo nobutyebi babo nomhlaba wabo eningazanga niwunyathele (ngaphambili). UAllâh Unamandla okwenza izinto zonke.

Icandelo 4

28. Hini na Mprofeti, yithi kumakhosikazi akho, "Ukuba ninqwenela ubomi balo mhlaba nobunewunewu babo, yizani ke, ndiya kuninika ndize ndinikhulule (nigoduke) ngesihle.
29. Kodwa ukuba ninqwenela uAllâh noMthunywa waKhe nekhaya loBomi oBuzayo, ke kaloku uAllâh Ulungiselele abenzi bokulingileyo phakathi kwenu umvuzo omkhulu.
30. Hini na bafazi boMprofeti, nabani na kuni owenza isenzo esicacileyo sokuziphatha kakubi; isohlwayo sakhe siya kuphindwa kabini yaye oko kulula kuAllâh.
31. Kananjalo nabani na kuni othobela uAllâh noMthunywa waKhe ngokuzinikeleyo aze enze okulungileyo, Siya kumnika umvuzo wakhe ophindwe kabini yaye Simlungiselele imbonelelo exabisekileyo.
32. Hini na bafazi boMprofeti nina anifani naye nawuphi na umfazi. Ukuba niyamoyika uAllâh, Musani ukuthamba ngokwencoko (emadodeni) kuba hleze lowo (uyindoda) ontliziyo yakhe inesifo aninqwenele. Kodwa ke thethani ngentetho efanelekileyo.
33. Hlalan emizin yen ningaqhayis ngemizimb yenu njengokuqhayisa kwamandulo kwamaxesha okungazi. Nimisel i*Salâh*, ninikel nge*Zakâ* nithobele uAllâ noMthunyw waKhe. UAllâ Ufun ukususa ukungahlambululeki kuphela kuni bantu bendlu (yoMprofeti) nokunihlambulula ngentlambuluko efezekileyo.

34. Nikhumbule kananjalo okucengcelezwa ezindlwini zenu okuziiVesi zika-Allâh nobulumko. Inene uAllâh Unononophelo nolwazi (lwezinto Zonke).

Icandelo 5

35. Inene amaMuslim namaMuslimkazi, amakholwa namakholwakazi, amadoda anentobeko nabesetyhini abanentobeko, amadoda anenyani nabasetyhini abanenyani, amadoda anomonde nabasetyhini abanomonde, amadoda athobekileyo nabasetyhini abathobekileyo, amadoda anesisa nabasetyhini abanesisa amadoda azilayo nabasetyini abazilayo, amadoda alondoloza iindawo zawo ezinqabileyo nabasetyhini abalondoloza iindawo zabo ezinqabilyo, amadoda akhumbula uAllâh rhoqo nabasetyhini abakhumbula uAllâh rhoqo, bona uAllâh Ubalungisele ukuxolelwa nomvuzo omkhulu.
36. Ayikokwamadoda akholwayo okanye abasetyhini abakholwayo (Ukuba bathi) xa uAllâh noMthunywa waKhe benze isigqibo ngento (ethile) bona babe nezinye iimbono (eziphikisa eso) Sigqibo. Nabani na ke ongaMthobeliyo uAllâh noMthunywa waKhe, lowo (umntu) inene ulahleke ngokucacileyo.
37. Yabona (Muhammad)! Xa wena wathi kuye lowo wenzelwa inceba nguAllâh, wenzelwa nanguwe inceba; “Gcina umkakho kuwe, (ungawuqhawuli umtshato naye), woyike uAllâh”; wabe wena ngaphakathi kwakho ufihla oko uAllâh Aza kukuveza. Kananjalo wena woyika abantu, lo gama inguAllâh Onelungelo lokuba woyike Yena. Uthe ke uZayd esakwahlukana (nomkakhe lowo), Samtshatisa nawe khona ukuze kungabikho kungakhululeki kumakholwa mayela nabafazi ababengababo babebamkele njengoonyana babo xa bengasenamfuno yabafazi babo (abo), ke kaloku ummiselo ka-Allâh uya kuhlala usenziwa.

38. Akukho bubi kuMprofeti ngako nakuphi na oko uAllâh Amyalele ngako. (Le) yindlela eyamiselwa nguAllâh (kwakubaProfeti) bamandulo. Ke kaloku umyalelo ka-Allâh ngummiselo ekungagqithwayo kuwo.
39. Abo bavakalisa imiyalezo ka-Allâh, baMoyike, bangoyiki nabani na ongomnye ngaphandle koAllâh, uAllâh Wanele Eyedwa ukuba Abe nguMmisi matyaleni.
40. UMuhammad akangoyise wakhe nabani na phakathi kwamadoda enu, koko yena nguMthunywa ka-Allâh netywina labaProfeti yaye. UAllâh nguMazi wezinto zonke.

Icandelo 6

41. Hini na nina bakholwayo! Mkhumbuleni uAllâh ngenkumbulo enkulu.
42. NiMzukise ekuseni nasemvakwemini.
43. NguYe Onithumelela iintsikelelo phezu kwenu neengelosi zaKhe khona ukuze Anikhuphe ebumnyameni, Anifake ekukhanyeni. Kananjalo Yena nguSozinceba kumakholwa.
44. Umbuliso wabo ngoMhla abaya kudibana ngawo uya kuba ngu-'uxolo' yaye (Allah) Ubalungiselele umvuzo oxabisekileyo.
45. Hini na Mprofeti, inene wena Sikuthumele ukuba ube lingqina noMvakalisi weendaba ezilungileyo noMlumkisi
46. Omemela (abantu) kuAllâh ngemvume yaKhe, ube njengesibane esikhanyisayo.
47. Vakalisa iindaba zovuyo kumakholwa zokuba aza kufumana umvuzo omkhulu kuAllâh.
48. Kananjalo uze ungabathobeli abangakholwayo nabahanahanisi kodwa ungenzi bubi kubo. Wena beka ithemba lakho kuAllâh ukuba Abe nguMkhuseli wakho Owaneleyo.
49. Hini na nina bakholwayo xa nitshata abafazi abakholwayo nize niqhawule imitshato nabo ningekabachukumisi akukho xesha

lakulinda ke ngoko kuni liya kubalwa ngokuphathelene nabo. Bondleni ke nibakhulule, bagoduke ngesihle.

50. Hini na Mprofeti, inene Thina Senze kwavumeleka kuwe kuphela abafazi bakho obanike intlawulo yabo yemfanelo, nabo isandla sakho sokunene sibabambileyo bavela koko uAllâh Akubuyisele kuwe (abathinjwa), neentombi zoobawokazi bakho, neentombi zoodadobawo bakho, neentombi zoomalume bakho, neentombi zoomakazi bakho abafuduka kunye nawe, nomfazi okholwayo ukuba uzinikela ngokwakhe kuMprofeti, ukuba phofu noMprofeti uyafuna ukumtshata. (Oku kuvumeleke) kuwe kuphela, akuquki (namanye) amakholwa. Sazi kakuhle okokuba yintoni na eSiyenze yavumeleka kubo mayela nabafazi babo nabo izandla zabo zokunene zibabambileyo. Khon'ukuze kungabikho kuva bunzima kuwe. Kwaye uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

51. Wena (Muhammad) ungayeka othande ukumyeka kubo okanye uthathe lowo uthande ukumthatha. Nawuphi na kubo (abo bafazi bakho) wahlukene okwethutyana nabo akuyi kubakho siphene kuwe ukuba uyamthatha kwakhona. Kokona kulungileyo oko okokuba babe nokwaneliseka bangakhathazeki kwanokuba bakholiseke ngoko ubanike kona bonke. Kwaye uAllâh Uyakwazi okusezintliziyweni zenu. Kananjalo nguSolwazi, nguMnini kunyamezela.

52. Abangavumelekanga kuwe (Muhammad) ngabo nabaphi na abafazi (abasisongezelelo) emva (koku), kungavumelekanga kananjalo kuwe okokuba ubatshintshe ngabanye abafazi, enokuba ubuhle babo bukumangalisa kangakanani na, ngaphandle kwabo isandla sakho sokunene sibabambileyo. UAllâh nguMnoneleli ngaphezu kwezinto zonke.

Icandelo 7

53. Hini na nina bakholwayo musani ukungena ezindlwini zoMprofeti ninganikwanga mvume yokuza kwisidlo, kananjalo ningafiki kwangoko singekalungi (isidlo) kodwa ke xa nimenyiweyo ngenani; nakugqiba ukutya phumani nihambe ningahlaleli ncoko. Inene eso similo samkhathaza uMprofeti, intonayo yena uneentloni (zokunindulula) kodwa yena uAllâh Akanantloni ngenyaniso. Kananjalo xa nicela into (kumakhosikazi akhe) yiceleni kuwo ningaphaya komkhusane, oko kokona (kuya kubonakalisa) intlambululuko kwiintliziyo zenu neentliziyo zabo. Yaye akulunganga kuni kananjalo ukuba nitshate amakhosikazi akhe emva (kokusweleka) kwakhe. Inene oko kuAllâh kuya kuba yinto embi kakhulu.
54. Enokuba niveza nantoni na elubala okanye niyifihle, inene Yena uAllâh nguMazi wezinto zonke.
55. Akuyi kuba sisono kuwo (amakhosikazi oMprofeti) ukuba avela engazigqumanga phambi kooyise bawo, okanye oonyana bawo, okanye kubanakwawo, okanye koonyana babanakwawo, okanye oonyana boodade wabo okanye kubafazi bawo abakholwayo, okanye kumakhobokazana wawo kananjalo nina yoyikani uAllâh inene uAllâh UliNgqina ngaphezulu kwezinto zonke.
56. Inene uAllâh neengelosi zaKhe bayamthamsanqelisa uMprofeti. Hini na nina bakholwayo mthamsanqeliseni nimbulise (uMthunywa) ngombuliso woxolo.
57. Inene, abo bagezela uAllâh noMthunywa waKhe uAllâh Ubaqalekisile kweli hlabathi nakuBomi oBuzayo,Waza Wabalungiselela isohlwayo esilihlazo.
58. Nabo bathetha ukungcola ngamakholwa namakholwakazi ngezinto angazenzanga, inene bona abo bazithwalise (umthwalo) wezityholo ezibubuxoki nesono esicacileyo.

Icandelo 8

59. Hini na Mprofeti! Xelela amakhosikazi akho neentombi zakho nabafazi abangamakholwa bazithi wambu ngeetyali (izigqubuthelo) phezu kwemizimba yabo oko kuya kulunga khona ukuze baqondakale bangakhathazwa yaye uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
60. Ukuba abahanahanisi nabo bantliziyo zabo zinesifo ndawonye nabo basasaza amahumhum eMadinah abayeki, inene Thina Siya kukuphembelela ngokuchasene nabo, Kananjalo abasayi kuba ngabamelwane bakho kwakhona ngaphandle nje kwethutyana elincinane.
61. Bona baqalekisiwe naphi na apho bafunyanwa khona. Baya kuhlaselwa babulawe ngolunya (baphele) nya.
62. (Le yindlela) emiselweyo ka-Allâh leyo yayilandelwa ngabo bangaphambili kunani yaye akuyi kufumana kuguquka esithetheni sika-Allâh.
63. Abantu bakubuza ngeYure. Yithi wena, "Ulwazi ngayo lukuAllâh kuphela, kanti yintoni na eya kunenza niqonde? Mhlawumbi iYure sele ikufuphi."
64. Inene uAllâh Ubaqalekisile abangakholwayo yaye Ubalungiselele uMlilo odwanguzayo (isiHogo).
65. Apho baya kuhlala ngonaphakade kwaye apho abayi kufumana mkhuseli bengayi kufumana namncedi
66. NgeMini apho ubuso babo buya kujingiswa phezu koMlilo, baya kuthi, "Oh, akwaba Sasimthobele uAllâh, Sathobela noMthunywa (uMuhammad).
67. Kananjalo baya kuthi, "Nkosi yethu, inene thina sathobela abaphathi bethu nezinxibamxhaga zethu, baza basilahlekisa eNdleleni (elungileyo).
68. Nkosi yethu banike isohlwayo esiphindwe kabini, Ubaqalekise ngesiqalekiso esikhulu."

Icandelo 9

69. Hini na nina bakholwayo, ningabi njengabo bakhubekisa uMûsâ, ke kaloku uAllâh Wamenza msulwa koko babekuthetha ngaye. Kananjalo yena (uMûsâ) phambi koAllâh ungoqaqambileyo.
70. Hini na nina bakholwayo, Moyikeni uAllâh nithethe ilizwi elilungileyo.
71. Yena (uAllâh) Uya kuzenza ntle izenzo zenu, Anixolele nezono zenu. Nabani na lowo uthobela uAllâh noMthunywa waKhe, uzuze eyona mpumelelo inkulu.
72. Inene Thina Sanika amazulu nomhlaba neentaba uxanduva (lokunonophela indalo nokufundisa ukuthobela uAllâh) kodwa zala ukuluthabatha, zoyika kodwa yena umntu (waluthabatha). Inene yena waye waswela ubulungisa waba nobudenge.
73. Khona ukuze uAllâh Ohlwaye abahanahanisi, abangamadoda nabasetyhini, namadoda nabasetyhini abangabakhonzi bezithixo, Aze uAllâh Amkele inguquko kumakholwa namakholwakazi Yaye uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

ISahluko 34
SABA' (ESHEBHA) 34

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ukudunyiswa kokuka-Allâh lowo ikokwaKhe (konke) okusemazulwini nokusemhlabeni, yaye ukudunyiswa kokwaKhe nakuBomi oBuzayo. Yena nguSobulumko, uSolwazi.
2. Uyakwazi okungena emhlabeni noko kuphuma kuwo noko kuhla kuvela ezulwini noko kunyuka kuye kulo, kananjalo Yena nguSozinceba, nguMxoleli.
3. Abo bangakholwayo bathi, "IYure ayiyi kusifikela thina." Yithi wena, "Ewe! Ndifunga ngeNkosi yam, Iza kunifikela. (UAllâh) nguMazi wokungabonwayo." Akukho nesuntswana elingakanani na elisitheleyo kuYe emazulwini okanye emhlabeni, enokuba lingalincinane na okanye libe likhulu kangakanani na, (libhaliwe) eNcwadini ecacileyo.
4. Khona ukuze Avuze abo bakholwayo, benza izenzo zobulungisa. Abo banjalo baya kufumana ukuxolelwa nembonelo yexabiso.
5. Kodwa abo bazabalaza ngokuchasene neeVesi zeThu, (bezama) ukuba zingaphumeleli; okwabo iya kuba sisohlwayo esibuhlungu.
6. Ke bona abo banikwe ulwazi bayabona okokuba oko kutyhilwe kuwe kuvela eNkosini yaKho kuyinyaniso, yaye kukhokelela eNdleleni kaSobunganga, uSokudunyiswa.
7. Abo bangakholwayo bathi, "Sinibonise indoda eza kunixelela ukuba xa sele nizizicwibi ngokupheleyo, niza kuphinda nidalwe ngokutsha (nibe) kwindalo entsha?

8. Ingaba uqambe ubuxoki ngoAllâh kusini na okanye mhlawumbi uhlaselwe ngumoya omdaka, kusini na?" Nakanye. Abo bangakholwayo kuBomi oBuzayo baya kuba sesohlwayweni yaye basekulahlekeni okukhulu.
9. Kanti abakujongi na oko kuphambi kwabo noko kungemva kwabo kwamazulu nomhlaba? Ukuba beSithanda beSingenza umhlaba ubaginye okanye Senze bawelwe ziingceba zesibhakabhaka phezu kwabo. Inene kuko oko kukho umqondiso kuso nasiphi na isicaka esiguqukela (kuAllâh).

Icandelo 2

10. Ke kaloku Sanika uDâwûd isixhaso esivela kuThi. Sathi, "Hini na zintaba, phindaphindani Iindumiso (zeThu) kunye naye (uDâwûd), neentaka, Senza nentsimbi ukuba imthambele Yena.
11. (Samyalela Sathi), "Yenza isinxibo samacwecwe entsimbi nize nimete ngokuchanekileyo amakhonkco ezinxibo zemfazwe, nisebenze izenzo ezilungilyo, inene Mna Ndikubona konke oko nina nikwenzayo."
12. Kanti kuSulaymân Senza umoya wamthobela, umtsi wawo wasekuseni wawulingana nohambo lwenyanga (yonke) nomtsi wawo wasemva kwemini ulingana nohambo lwenyanga. Samenza wampontshozelwa ngumthombo wekopolo (eyikiyiki) ukanti phakathi kwee*jinni* kwakukho ezo zazimsebenzela ngemvume yeNkosi yakhe. Nabani na oye wanxaxha kumyalelo weThu Siya kumenza angcamle isohlwayo seDangatya (loMlilo).
13. Zamsebenzela (ii*Jinni* ngentembeko) ngohlobo Awayefuna ngalo, (zimenzela) amagumbi Aphakamileyo, nemifanekiso eqingqingqiwe, izitya ezazizikhulu okwamachibi, nezindlu zokuphekela, (Sathi), "Sebenzani nina bendlu kaDâwûd, nibe nombulelo!" Kodwa zimbalwa kwizicaka zaM ezinombulelo.

14. Kodwa Sathi Sisakumisela ukufa kuye (uSulaymân), akwabikho nto izichazelayo ngokufa kwakhe ngaphandle komsundululu womhlaba owawumana ugrenya umsimelelo wakhe Wathi akuwa phantsi, (kwangona) zibonayo ii*Jinni* okokuba ukuba zazikwazi okungabonwayo, ngezazingazanga zihlale (phantsi) kwesohlwayo sokudeleka (okungako).
15. Inene kuso (isizwe saseSabha (amaShebha) kwakukho umqondiso kwizindlu zabo, izitiya ezibini kwicala lasekunene nasekhohlo kwaza (kwathiwa kubo), "Yidlani kwiimbonelelo zeNkosi yenu, nibe nombulelo kuYo. Ninomhlaba omhle neNkosi Enenceba."
16. Kodwa bona batshikila (bala ukukholwa). Ke Thina Sabathumelela isikhukula sedama, Saza endaweni yezitiya zabo ezibini Sabafakela izitiya ezineziqhamo ezikrakra, zemithi yemitamarisk, nemithi egqagqeneyo yomlowate.
17. Oko ke yayikukubabuyekeza kuba baya abakholwa. Kekaloku aSibuyekezi ngolo hlobo ngaphandle kwabangakholwayo (abangenambulelo).
18. Kananjalo Sabeka phakathi kwabo needolophu Esasizisikelele; iidolophu eSasizisikelele needolophu ezazibonakala lula, Senza nezigaba zabo (zohambo) phakathi kwazo zaba lula. Sathi, "Hamba-hambani kuzo nikhuselekile ebusuku nasemini.
19. Kodwa bathi bona, (bedelela) "Nkosi yethu, Yenza izigaba phakathi kweehambo zethu zibe nde, bazona imiphefumlo yabo ke, Thina Sabenza baba njengeentsomi, Sabachithachitha bonke. Inene kuko oko kukho imiqondiso kuye wonke ubani onomonde nombulelo.
20. Inene uIblîs wabonisa ubunyani beengcinga zakhe ngabo yaye bamlandela, bonke ngaphandle kweqela labambalwa ababekholwa ngokwenene.
21. Yaye akazanga abe nagunya phezu kwabo ngaphandle (koko kwakungummiselo) khona ukuze Senze acace okholwayo

kwiMini yokugqibela nalowo uthandabuzayo ngayo. Kananjalo, iNkosi yakho nguMlondolozi wezinto zonke.

Icandelo 3

22. Yithi (Muhammad), "Celani kwabo nithi (ngoothixo) ngaphandle koAllâh." Abanawo nangangetlantsi (amandla) emazulwini okanye emhlabeni, yaye abanalo nolunjani ulwahlulelwano (naYe uAllâh) Engenaye nonjani umncedisi.
23. Intethelelo ayinakunceda bani kuYe. Ngaphandle kwalowo Amvumeleyo. (Kananjalo abo bayalinda) de kudambe uvalo ezintliziyweni zabo. Baya kuthi (omnye komnye), "Ithethe Yathini na, iNkosi yenu?" (baphendule) bona bathi, 'Yinyaniso.' Yaye Yona nguSobunganga Omkhulu.'"
24. Yithi, "Ngubani onondlayo emazulwini nasemhlabeni? Yithi, "NguAllâh." Inene sithi okanye nini abaphantsi kwesiKhokelo okanye ekulahlekeni okucacileyo!"
25. Yithi, "Nina aniyi kubuzwa ngoko kwenziwe Sithi; kanti nathi asiyi kubuzwa ngoko kwenziwe nini."
26. Yithi, "INkosi yethu Iza kusihlanganisa sonke, Ize Igwebe phakathi kwethu ngenyaniso. Yaye Yona nguMgwebi Owaziyo."
27. Yithi, "Ndiboniseni kaloku abo nibayamanise naYe njengamahlulelane. Nakanye! Ukusuka apho Yena (uYedwa) nguAllâh, uSobunganga, uSobulumko."
28. Asikuthumelelanga ukuba ube yinto yimbi wena ngaphandle kokuba ube nguMvakalisi weendaba ezilungileyo noMlumkisi ebantwini bonke, kodwa uninzi lwabantu alwazi.
29. Ke kaloku bathi, "Siya kuba nini na esi sithembiso, ukuba nithetha inyaniso?"
30. Yithi wena, "Okwenu yiMini ekhethiweyo, Eningayi kuyibambezela nangeyure enye, ningayi kuyandulela nokuyandulela."

Icandelo 4

31. Ke kaloku abo bangakholwayo bathi, "Asisokuze sikholwe kule 'Kur'ân thina, singasokuze (sikholwe) nakuloo (Ncwadi ingaphambili kunayo." Kodwa ukuba ubunokubabona abenzi bobubi xa beya kumiswa phambi kweNkosi yabo, bephikisana iintetho zabo. Abo babecinezelekile baya kuthi kwabo babekhukhumele, "Ukuba kwakungekho ngenxa yenu ngesasibe ngamakholwa (amaMuslim)!"
32. Abo babekhukhumele baya kuthi kwabo babecinezelekile, "Sithi na abaniphambukisayo esiKhokelweni emveni kokuba sasifikile kuni? Nakanye! Nini ngokwenu ababezizaphulimthetho."
33. Abo babecinezelekile baya kuthi kwabo babekhukhumele, "Unotshe! Yayiliyelenqe (lenu) lasebusuku nasemini xa nanisiyalela ukuba singakholwa kuAllâh nokuba sayamanise amahlulelane kuYe." Kodwa (bonke) baya kuthetha inyaniso omnye komnye xa besibona isohlwayo; Yaye Siya kufaka amakhamandela entsimbi ezintayeni zabo babengakholwa. Ingaba(bafanelwe) kukuvuzwa ngaphandle koko bakwenzayo na?
34. Kananjalo Asizanga Sithumele nawuphi na uMlumkisi esixekweni zebangathi abo bazizityebi, "Inene koko nina nikuthunyiweyo asikholwa thina."
35. Kananjalo bathi, "Thina singaphaya (kwamakholwa) ngobutyebi nabantwana, yaye asinakohlwaywa thina."
36. Yithi, "Inene, iNkosi yam Yandisela lowo Imthandileyo imbonelelo, Ize iyinciphise, kodwa uninzi lwabantu alwazi."

Icandelo 5

37. Ukanti ayibobutyebi benu, ingengobantwana benu abanisondeza kuThi ngokwesikhundla, koko kungenxa

yalowo ukholiweyo, wenza imisebenzi emihle. Kwabanjalo iya kuba ngumvuzo ophindwe kabini ngoko bakwenzayo kananjalo bona baya kuba kumgangatho ongentla (ePaladesi). bekhuselekile (besindile).

38. Ke bona abo bazabalaza ngokuchasene neeVesi zeThu besebenzela ukuba zingaphumeleli, abo baya kuziswa esohlwayweni.
39. Yithi, "Inene iNkosi yam Yandisela lowo Ithande ukumandisela imbonelelo kwizicaka zaYo, Ize Imenzele umlinganiselo wakhe. Kodwa nantoni na leyo nithi ninikele ngayo (eNdleleni ka-Allâh) Yena Uya kuyibuyekeza; yaye Yena nguYena Mboneli Ulungileyo."
40. Ke kaloku ngeMini Aya kubadibanisa bonke (abantu) Aze Athi kwiingelosi, ingaba aba (bantu) babenqula nina na?"
41. Ziya kuthi zona, "Uzuko malube kuWe! NguWe uMlondolozi wethu kuphela, hayi bona, aba bona babenqula ii*Jinni*: Uninzi lwabo lwalukholwe kuzo."
42. Kodwa naMhlanje aninagunya lokuncedana okanye lokonana. Kananjalo Siya kuthi kwabo benza ububi, "Ngcamlani ke isohlwayo soMlilo, enaniwuphika."
43. Yabona! Xa iiVesi zeThu zicengcelezwa kubo njengobungqina obucacileyo, bathi bona, "Lo akanto yimbi ngaphandle kokuba yindonda enqwenela ukuniphambukisa koko oobawo benu babekunqula." Bathi kananjalo, "Oku Akunto yimbi ngaphandle kokuba bubuxoki obuqanjiweyo." Kananjalo abo bangakholwayo bathi ngenyaniso efikileyo kubo, "Asiyonto le koko ngumlingo."
44. Ukanti Asizanga Sibanike siBhalo ababenokusifunda, yaye Asizanga ngaphambi kwakho, (Muhammad) Sithumele mlumkisi kubo.
45. Ke kaloku abo bangaphambili kunabo baphika (inyaniso) Ukanti bona (abantu baseMakkah) azanga bafumane nesinye eshumini (1/10) koko Sakunika bona (abangaphambili

kunabo). Kodwa (abangaphambili kunabo) babaphika abaThunywa baM, Saba njani ke ukuba sibi isohlwayo saM?

Icandelo 6

46. Yithi, "Mna ndicebisa (into) enye kuphela (kuni), okokuba phakamani nimele uAllâh, (nifune inyaniso) ningambini, okanye ningamnye, nize nicamngcisise. "Akukho kuphambana kugxa wenu. (uMuhammad) Yena nguMlumkisi kuni kuphela phambi kwesohlwayo esibuhlungu.
47. Yithi, "Nayiphi na intlawulo endinokuba ndayibiza kuni, yeyenu. Eyam intlawulo ikuAllâh kuphela yaye Yena UliNgqina ngaphezu kwezinto zonke."
48. Yithi: "Inene iNkosi yam Idandalazisa inyaniso, nguMazi wokungabonwayo."
49. Yithi, "Inyaniso ifikile yaye ubuxoki abukwazi kuqala nto bungakwazi nokuyiphinda na kakade."
50. Yithi, "Ukuba ndingolahlekileyo, ndiya kuba ndilahleke ngokuchasene nesiqu sam, kodwa ukuba ndingokhokelelekileyo kuya kuba kungenxa yoko iNkosi yam Ikutyhila kum, inene Yona nguSokuva, Okufutshane.
51. Akwaba ubunokukhe ubone xa besoyika kodwa akuyi kubakho (ndlela) yakuphuncula, yaye baza kuhlaselwa kwindawo ekufutshane."
52. Baze bathi, "Siyakholwa kuyo (i'Kur'ân) kodwa oko kuya kwamkelwa njani kubo kwindawo ekude kangako?
53. Kaloku bona baya abakholwa kuyo kwangaphambili, behlasela okungabonwayo bekwindawo ekude.
54. Kananjalo kuya kubekwa umsantsa phakathi kwabo noko bakunqwenelayo, njengoko kwakwenziwe kwabanjengabo ngaphambili. Inene babenentandabuzo engenambaliso (bephika ukholo).

Sûrah 35
AL-FÂTIR (UMYILI WENDALO) 35

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ukudunyiswa kokuka-Allâh, uMenzi wamazulu nomhlaba, Owenza iingelosi zaba zizithunywa ezinamaphiko, amabini okanye amathathu okanye amane. Yena Wandisa Akuthandileyo endalweni (yaKhe). Inene UAllâh Unamandla ngaphezulu kwezinto zonke.
2. Nantoni na uAllâh Ayivulela abantu esuka kubabalo (lwaKhe) akukho bani unokwala nayo. Kanti nantoni na anokwala nayo-akukho bani unokuyithumela (ezidalweni zaKhe) emva koko. Kwaye Yena nguSobunganga, uSobulumko.
3. Hini na bantu, khumbulani uBabalo luka-Allâh kuni. Ingaba ukhona na omnye uMdali ngaphandle koAllâh onibonelelayo ngokuvela ezulwini nasemhlabeni? Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, ngoku ke niwexuleke njani (enyanisweni)?
4. Ke kaloku ukuba bayakuphikisa, wena (Muhammad) babaphika kakade nabaThunywa abangaphambili kunawe. Yaye yonke imicimbi ibuyela kuAllâh.
5. Hini na bantu, inene isithembiso sika-Allâh siyinyaniso, ngoko ke musani ukuvumela ubomi beli hlabathi buniwexule, ningakhohliswa kananjalo ngumkhohlisi (uSathana) ngoAllâh.
6. Inene uShaytân lutshaba kuni; mthabatheni njengotshaba. Kuphela Yena umemela iqela lakhe ukuba libe phakathi kwamadlelane oMlilo odwanguzayo.
7. Abo bangakholwayo baya kufumana isohlwayo esibuhlungu, ke bona abo bakholwayo benze izenzo ezilungileyo baya kufumana ukuxolelwa nomvuzo omkhulu.

Icandelo 2

8. Ingaba lowo uzenzo zakhe zingcolileyo uzibona zilungile? Inene uAllah Ulahlekisa lowo Athande (ukumlahlekisa) Akhokele lowo Athande (ukumkhokela) Ngoko Ke ungatshabalalisi isiqu sakho ngenxa yabo uze uzisole. Inene uAllâh Uyakwazi oko bakwenzayo.
9. NguAllâh Othumela imimoya, ize izamise amafu, eSiye Siwaqhubele emhlabeni ofileyo, Siwunike ubomi umhlaba emva kokufa kwawo, luya kuba ngolo hlobo ke uvuko.
10. Nabani na lowo unqwenela intlonipheko, Yonke intlonipheko yeka-Allâh. Intetho elungileyo inyuselwa kuYe, ize imisebenzi emihle iyifukule (loo ntetho ilungileyo). Kodwa abo baceba ukwenza izenzo ezingcolileyo baya kufumana isohlwayo esibuhlungu ukanti ukuceba kwabo kuza kutshabalala.
11. Ke kaloku uAllâh Wanidala ngothuli, emva koko (nadalwa) ngeqabaza lembewu yomntu: Wanenza abalingane. Kananjalo akukho mntu wasetyhini ukhawulwayo kungekho unokuze azale ngaphandle kolwazi lwaKhe. Kungekho mntu waluphalayo unikwa ubomi (obongezelelweyo) nobude bobomi bakhe bufinyezwe, koko oko kuseNcwadini. Inene oko kulula kuAllâh.
12. Kananjalo azifani iilwandle ezimbini. Enye inamanzi amnandi okuselwa aze amanye abe mtyuwa nakrakra. Ukanti kuzo zombini (ezi lwandle) nifumana inyama nikhuphe izihombiso enizinxibayo, kananjalo niyazibona iinqanawa zicanda (amanzi) ukuze nifune iziBele zaKhe; khon' ukuze nibe nombulelo.
13. Yena wenza ubusuku bungene kwimini, Enze imini ingene kubusuku, Wenza ilanga nenyanga ukuba zibaleke (kwindawo zazo) ixesha elimiselweyo. LoWo nguAllâh, iNkosi yakho; ubukumkani bobaKhe. Kananjalo abo banqula kubo

ngaphandle kwaKhe; abanayo nento engangenwebu yokhozo lwedatilisi.

14. Xa nicela kubo abayiva imithandazo yenu; nokuba bayeva abakwazi kuniphendula. kanti ngoMhla woVuko baza kuluphika ulwayamaniso lwenu. Akukho bani onokukuchazela (okuza kwenzeka) njengaloWo (Wazi izinto zonke).

Icandelo 3

15. Hini na bantu, nina ningamhlwempu kuAllâh, kodwa Yena uAllâh sisiTyebi; ngowokudunyiswa.
16. Ethanda, Anganitshabalalisa, Avelise indalo entsha.
17. Yaye oko akunzimanga (ukwenzeka) kuAllâh.
18. Ke kaloku akukho mthwali wamithwalo unokuthwala imithwalo yabanye. Kanjalo ukuba umphefumlo obulaleka ngumthwalo ucela (komnye) ukuba (umthwalele) inxalenye yomthwalo wawo, akukho nento le yawo oya kuyithwalelwa, enokuba (loo mntu lowo) ebengada abe usisizalwana sakhe esisondele kangakanani na kuye. Wena uya kulumkisa kuphela abo bayoyikayo iNkosi yabo Engabonwayo, abenza I*Salâh*. Lowo uzihlambululayo uzihlambululela isiqu sakhe ukanti kukuAllâh apho kuza kubuyelwa khona.
19. Abafani abaziimfama nababonayo.
20. Bungafani kananjalo ubumnyama nokukhanya
21. Nomthunzi nobushushu (belanga)
22. Abafani abaphilayo nabafileyo. Inene, uAllâh Wenza kuve lowo Athande (ukuba eve), kodwa awungekhe ubenze bave abo basemangcwabeni.
23. Wena (Muhammad), awunto (yimbi) ngaphandle kokuba nguMlumkisi.
24. Inene wena Sikuthumele ngenyaniso ukuba ube nguMvakalisi weendaba ezilungileyo noMlumkisi. Kananjalo akukho

luhlanga lungazanga lube naMphaphamisi uphila phakathi kwalo.

25. Ke kaloku ukuba baya kuphika wena sele babaphika kakade nabangaphambili kunabo. AbaThunywa babo beza kubo benemiqondiso ecacileyo nemigaqo ebhaliweyo neziBhalo ezilukhanyiselo.
26. Ndaza Ndabahlasela abangakholwayo, saba njani ke isohlwayo saM?

Icandelo 4

27. Akuboni na ukuba uAllâh Uthumela imvula ivela esibhakabhakeni, Size Sivelise iziqhamo ngayo zemibala eyahlukeneyo? Kanti phakathi kweentaba kukho ezineendlela ezimhlophe nezibomvu neminye imibala eyahlukeneyo nezimnyama kakhulu.
28. Ke kaloku phakathi kwabantu nezidalwa ezinyakazayo nemfuyo edla ingca zinemibala (eziintlobo ngeentlobo) ngokwahlukeneyo nazo. Abona bamoyikayo uAllâh kwizicaka zaKhe ngabanolwazi. Inene uAllâh Unobunganga, nguMxoleli.
29. Inene abo bacengceleza iNcwadi ka-Allâh, bamisele i*Salâh* banikele kumalizo ngoko Sibaphe kona, emfihlakalweni okanye ekuhleni, mabalindele umvuzo ongasokuze uphele.
30. Kwanokuba Uza kubanika umvuzo wabo ngokugcweleyo Abongezelele ububele baKhe. Inene, uAllâh nguMxoleli, Obulelayo.
31. Noko Sikutyhile kuwe, (Muhammad) kuvela eNcwadini, kuyinyaniso engqina oko kwatyhilwa ngaphambili kunako. Inene uAllâh Unolwazi ngezicaka zaKhe yaye Uyabona.
32. Kananjalo Senza abo Sabakhethayo kwizicaka zeThu baba ziindlalifa zeNcwadi (i'Kuran), ukanti phakathi kwabo kukho lowo uzenza ubugwenxa (ngokwenza izono) kuze phakathi kwabo kubekho lowo uphakathi kuphinde kubekho abo

bahamba phambili ngezenzo ezilungileyo ngokuvunyelwa nguAllâh. Elo (lifa) libuBubele obukhulu.

33. YiMiyezo i-Edeni ekuya kuhlalwa kuyo ngonaphakade abaza kungena kuyo. Baya kunxityiswa izacholo apho zegolide neeperile, zize izambatho zabo apho zibe yisilika.
34. Baya kuthi, "Ukudunyiswa kokuka-Allah, Osisusele imbandezelo, inene iNkosi yethu nguMxoleli, Inombulelo."
35. Yona yileYo Isifake kwikhaya lanaphakade ngobubele baYo. Apho asiyi kufunyanwa bubuthongo singayikufumana kudinwa.
36. Ke bona abo bangakholwayo okwabo iya kuba nguMlilo wesiHogo. Ukufa akuyi kumiselwa kubo ukuze bafe, singayi kuncitshiswa nesohlwayo kubo. Sibabuyekeza kanjalo ke Thina bonke abangakholwayo.
37. Kananjalo baya kukhala apho, "Nkosi yethu sikhuphe (apha) siya kwenza imisebenzi elungileyo, engeyiyo leyo sasidla ngokunyenza! " Kanti Asizanga Sininike ubomi obaneleyo na bokuba nabani na okwaziyo (Ukukhumbula) akhumbule, kanti ke noMlumkisi wayefikile kuni nje. Ngoko ke ngcamlani (isohlwayo), kuba akuyi kubakho mncedi kubenzi bobubi.

Icandelo 5

38. Inene, uAllah nguMazi wokungabonwayo wamazulu nomhlaba. Inene nguYe uMazi wokusezifubeni (zabantu).
39. Nguye Onenze naba ngabalandeli (babo banandulelayo) emhlabeni, Nabani na ke ongakholwayo kuYe (uAllâh) ziya kuba phezu kwakhe iziphumo zokungakholwa kwakhe. Ke kaloku ukungakholwa kwabangakholwayo akubongezeleli nto phambi kwamehlo eNkosi yabo ngaphandle kwenkcaso; kananjalo ukungakholwa kwabangakholwayo akubongezeleli nto ngaphandle kwelahleko.

40. Yithi (Muhammad), “Niwaqwalasele na phofu amahlulelane enu eniwanqulayo ngaphandle koAllah? Ndiboniseni ke okudalwe ngawo emhlabeni, okanye banamahlulelane (akunye naYe uAllâh) emazulwini kusini na? Okanye Sibanike incwadi abanobungqina ngayo? (Nakanye), ukusuka apho abenzi bobubi abathembisani nto ngaphandle kwenkohliso.
41. Inene, uAllâh Ubambe amazulu nomhlaba, kuba hleze anikezele ukanti ukuba anganikezela, akukho bani unokuwabamba emva kwaKhe. Inene, Yena nguMnyamezeli, nguMxoleli.
42. Ke kaloku bafunga ngoAllâh izifungo ezimandla okokuba ukuba uMlumkisi wayefikile kubo, ngebabe ngabakhokeleleke ngakumbi ngaphezu kwakhe nabani na kwizizwe (ezadlulayo) kodwa wathi esakufika uMlumkisi kubo, akwabongezelela nto oko ngaphandle kwenkcaso.
43. (Bashiya inyaniso) Ngenxa yenkukhumalo yabo ezweni nokwenza amayelenqe okungcola kodwa ukwenza amayelenqe akurhintyeli bani ngaphandle kwabo bawenzayo. Ke ngoku ingaba balindele nto yimbi na ngaphandle kwendlela (ekohlwaywa ngayo) abantu bamandulo? Ukanti awunakuze ufumane kuguquka kwisithethe sika-Allâh, ungekhe ufumane lutshintsho kwisithethe sika-Allâh.
44. Kanti abalikhenkethanga na ihlabathi babone ukuba saba njani na isiphelo sabo babandulelayo? Ukanti babebakhulu kunabo ngokuba namandla. Kodwa uAllâh Akanakwenziwa ukuba angaphumeleli nayintoni na emazulwini okanye emhlabeni. Inene Yena nguSolwazi nguSomandla.
45. Ukuba uAllâh Ebenokubabeka ityala abantu ngoko bakwenzileyo, Ebengayi kushiya nesinye isidalwa (emhlabeni) kodwa Ubabekele elinye ixesha. Ke kaloku lakufika ixesha labo, inene uAllâh Uhlala Ezijongile izicaka zaKhe.

ISahluko 36
YÂSÎN 36

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Yâsîn.
2. Nge'Kur'ân, enobulumko,
3. Inene wena ungomnye wabaThunywa
4. ENdleleni ethe Tye
5. (Esi) sisiTyhilelo sikaSobunganga, uSozinceba.
6. Khon'ukuze ulumkise abantu (ngaso) abakhokho babo bangazanga balunyukiswe, ngoko (bahleli) bengazi.
7. Inene ilizwi eliyinyani lesohlwayo sele (livakalisiwe) Ngokuchasene noninzi lwabo, ngoko ke abakholwa.
8. Inene, Thina Sibaqamangele ngamakhonkco ezintanyeni zabo ukuya kutsho ezilevini zabo ukuze iintloko zabo (zihlale) ziqwanyile.
9. Kananjalo Sibeke umqobo phambi kwabo nangemva kwabo Sabagquma ukuze bangaboni.
10. Ke kaloku kuyafana kubo nokuba ungabalumkisa okanye ungabalumkisi; abayi kukholwa.
11. Wena uya kulumkisa kuphela olandela umyalezo nowoyika uSozinceba Ongabonwayo. Ngoko ke (onjalo) mnike iindaba ezivuyisayo zokuxolelwa nomvuzo omkhulu.
12. Inene SiThi ababuyisela abafileyo ebomini, Sibhale (konke) abakwenzayo nabakushiya ngemva, kwaye zonke izinto Sizibhale eNcwadini ecacileyo.

Icandelo 2

13. Ke kaloku benzele umzekeliso (wabantu) besixeko (esithile) ekwafika abaThunywa kuso
14. Sathi Sisakuthumela ababini kubo basuka babaphika, Saza Sabomeleza ngowesithathu, bathi, “Inene thina singabathunywa kuni.”
15. Bathi bona, “Aninto yimbi nina ngaphandle kokuba ngabantu abafana nathi, kunjalo nje uSozinceba Akananto Ayityhililеyo (kuni) koko nina ningamaxoki.”
16. Bathi bona, “INkosi yethu Iyazi okokuba singabaThunywa kuni
17. Yaye thina asinaxanduva lumbi ngaphandle kokuvakalisa uMyalezo ngokucacileyo.”
18. Bathi bona, “Inene thina sinicingela ukuba ningumhlola ombi. Ukuba aniyeki ke inene siya kunixuluba ngamatye, kwaye inene niya kufunyanwa sisohlwayo esibuhlungu esivela kuthi.”
19. Bathi bona (abathunywa), “Umhlola ombi ukuni buqu. Ingaba (nikutsho oku) kuba nikhunjuzwa (ngoAllâh) kusini na?” Nakanye nina ningabenzi bobubi.”
20. Ke kaloku kweza indoda ibaleka, ivela kwicala elikude lesixeko. Yathi, “Hini na bantu bakuthi landelani abaThunywa.
21. Landelani abo banganibizi ntlawulo babe bengabakhokelelekileyo.

ISIQENDU 23

22. Ndiya kuthini na ukungamnquli loWo Wandidalayo ekunguYe eniza kubuyiselwa kuYe.
23. Ndingathabatha (thixo) bambi na ngaphandle kwaKhe (lo gama) xa uSozinceba Enokuthi Athande ukuba ndihlelwe bububi intethelelo yabo (thixo benu bobuxoki) ingandincedi nto (konke konke), bengekhe bandisindise (nokundisindisa)?
24. Inene bendingaba sekulahlekeni okucacileyo.

25. Inene mna ndikholiwe eNkosini yenu, ngoko ke ndiphulaphuleni."
26. Kwathiwa (kuye), "Ngena ePaladesi." Wathi yena, "Akwaba abantu bakuthi babesazi.
27. Okokuba Indixolele kangakanani na iNkosi yam, Yandibeka kunye nabahloniphekileyo."
28. Ke kaloku aSizanga Sithumele mkhosi ngokuchasene nabantu bakubo kungazanga kube yimfuneko kananjalo kuThi ukwenza loo nto.
29. Akuzanga kube thuba lingakanani kwakhwazwa kwaba kanye, bacima (pam).
30. Kwaba njani ke ukuzisola kwezicaka. Akuzanga kufike Mthunywa kubo bangaphoxisi ngaye.
31. Ababonanga na okokuba zingaphi izizukulwana eSazitshabalalisayo kwanokuba ezo (zizukulwana) azisokuze ziphinde zibuyele kubo kwakhona?
32. Ukanti inene, bonke baza kubuyiselwa kuThi.

Isiqendu 23

Icandelo 3

33. Kanti ke umqondiso wabo ngumhlaba ofileyo. Thina ke Siye Siwubuyisele ebomini, Size Sivelise iinkozo abathi badle kuzo.
34. Ke kaloku Sabeka apho imiyezo yemithi yesundu nezidiliya, Senza kwampompoza imithombo apho phakathi kuyo.
35. Khona ukuze badle iziqhamo zaKhe. Ukanti ke izandla zabo ayizizo eziyivelisayo, ngoko ke abayi kubulela na?
36. Makazukiswe loWo Wadala zonke (izinto) ngambini zokuhluma emhlabeni nakubo buqu nakoko bangakwaziyo.
37. Kananjalo umqondiso kubo bubusuku. Sisusa ukukhanya kwemini kubo (ubusuku), ukuze babe sebumnyameni.
38. Ukanti lona ilanga libaleka endaweni yalo ukuya endaweni yokuma kwalo. Oko kungummiselo kaSobunganga, uSolwazi.

39. Nenyanga Siyiqingqela izigaba zayo (kangangokuba) ide ibuyele (ibonakale) injengentlava endala yedatilisi.
40. Akuvumelekanga ukuba (ilanga) liyifumane inyanga, bungavumelekanga nobusuku ukuba buyifumane imini kodwa nganye kuzo indanda kwisijikelezisi sayo.
41. Kananjalo umqondiso kubo ngulowo wokuba Sathwala ooyisemkhulu enqanaweni (kaNûh) eyayizele qhu.
42. Yaye Sibadalele okufana noko bakuqhubayo (bakuqabelayo).
43. Kanti ke ukuba SaSithandile ngeSaSibatshonisile emanzini, kwaye kwakungazi kubakho bani ubavelelayo, babengayi kusinda nokusinda.
44. Ngaphandle kwenceba evela kuThi nembonelelo yokwethutyana.
45. Kodwa xa kusithiwa kubo, "Yoyikani okwangaphambili kunani nokungemva kwenu; mhlawumbi niya kwenzelwa inceba.
46. Kananjalo akukho mqondiso ufikayo kubo uvela kwimiqondiso yeNkosi yabo abangawutshikileliyo.
47. Kanti naxa kusithiwa kubo, 'Nikelani kumalizo ngoko uAllâh Anibonelele ngako," Abo bangakholwayo bathi kwabo bakholwayo, "Thina sondle lowo xa uAllâh Ebethanda ngemondle ngokwaKhe? Nina anikho ntweni yimbi ngaphandle kokulahleka okucacileyo."
48. Kananjalo bathi, "Siya kuba nini na esi sithembiso ukuba nithetha inyaniso?"
49. (Ukuba bebesazi) akukho nto bayilindileyo ngaphandle kokudubula kwesithongakazi, esiya kubahlasela besalibele kukuphikisa.
50. Kwaye abayi kukwazi (ukunikela imiyalezo) bengayi kubuyela nakubantu bakubo na kakade.

Icandelo 4

51. Ke kaloku iXilongo liya kuvuthelwa, baze ngoko nangoko baphume emangcwabeni beze eNkosini yabo (uAllâh) bengxamile.
52. Baya kuthi, “O yini na kuthi! Ngubani na osivusileyo endaweni yethu yokulala?” (Impendulo iya kuthi),

“Ok kok uSolubabal Wakuthembisayo, yaye abaThunywa babethetha inyaniso.”

53. Akuyi kuba yinto yimbi ngaphandle kwesithonga esinye baze ngoko nangoko babuyiswe phambi kweThu.
54. Ngoko ke (kuya kuthiwa kubo), “(NaMhlanje) akuyi kubakho mphefumlo uya kwenziwa bugwenxa konke konke, kananjalo aniyi kubuyekezwa ngaphandle koko nakwenzayo.”
55. Inene amadlelane asePaladesi ngaloo Mini aya kuhleka echulumancile, esebenza imisebenzi (yawo) emihle
56. Bona nabalingane babo besemthunzini, bengqiyame ngeesofa ezihonjisiweyo.
57. Okwabo apho iya kuba ziziqhamo, yaye okwabo iya kuba yiyo nantoni na abayicelayo (okanye abayinqwenelayo).
58. “Uxolo,” ilizwi elivela eNkosini uSozinceba.
59. (Uya kuthi Yena), “Yimani ngokwahlukeneyo nina zaphula-mthetho.
60. NdaNdinganiyalelanga na ukuba ningamkhonzi uShaytân, hini na bantwana baka-Adam kuba yena kuni ulutshaba olucacileyo?
61. Kwanokuba nina nqulani Mna (kuphela), le yiNdlela ethe Tye?
62. Kananjalo yena phakathi kwenu sele elahlekise inyambalala endalweni, ke ngoko nina naningayisebenzisi na ingqiqo?
63. Lo nguMlilo wesiHogo enanithenjiswe ngawo!
64. Yitshani naMhlanje ngenxa yoko nanidla ngokukuphika!”

65. Ngaloo Mini Siya kuyitywina imilomo yabo, kuze kuthethe izandla zabo kuThi, iinyawo zabo zona ziya kungqina ngoko bakwenzayo.
66. Ke kaloku ukuba SaSithandile ngeSaSibatshabalalisele amehlo abo, baza bakhuphisana (ngokufuna) indlela, phofu babeza kuyibona kanjani?
67. Kananjalo ukuba SaSithandile ngeSabenza baba ziimbedlenge ezindaweni zabo khona ukuze bangakwazi (ukuhamba) baye phambili, bangakwazi nokubuyela (umva).

Icandelo 5

68. Lowo Simnike ubomi obude, Simbuyisela umva endalweni. Ingaba ke ngoku abayi kuqonda?
69. Kananjalo Asizanga Simnike (uMuhammad) ulwazi lobumbongi, kwaye asinto imfaneleyo (leyo). Koko (eSimnike kona) akunto yimbi ngaphandle kokuba ngumyalezo ne'Kurân ecacileyo.
70. Yokulumkisa nabani na ophilayo, kuze kuthetheleleke ilizwi lesilumkiso ngokuchasene nabangakholwayo.
71. Kanti ababoni na okokuba koko kuvela eZandleni zeThu Sibadalele, Sabenzela izilwanyana ezitya ingca, baze babe ngabaninizo?
72. Kananjalo Sizilulamisele bona, ngoko ke ezinye zazo bayaziqabela, ezinye zazo bazitye.
73. Ukanti kwakuzo apho kukwakho nezinye (izinto) eziyinzuzo (kubo) nokuselwayo, ngoko ke abayi kubulela?
74. Kodwa bazithabathele thixo bambi ngaphandle koAllâh (besithi) mhlawumbi baya kuncedakala.
75. Abakwazi kubanceda nje, ukanti ikwangabo buqu amajoni angabalondolozi babo (thixo babo bobuxoki).
76. Ngoko ke wena musa ukuvumela iintetho zabo zikukhubekise, Siyakwazi abakufihlayo noko bakuvezayo.

77. Kanti umntu lo akaqapheli na okokuba Samdala ngeqabaza lembewu yomntu? Kodwa asuke yena abe ngumphikisi ocacileyo.
78. Ade enze umzekelo (ngaThi), alibale ngokudalwa kwakhe athi, “Ngubani oza kunika ubomi emathanjeni asele ethe saa?”
79. Yithi wena, “Uya kuwanika ubomi loWo Wawavelisayo ekuqalekeni, kwaye Yena phezu kwayo yonke indalo nguSolwazi.”
80. Yena nguloWo Wanenzela umlilo ngomthi oluhlaza, nenithi niphembe ngawo.
81. Ingaba loWo Wadala amazulu nomhlaba Akakwazi ukudala abanjengabo? Ewe (kunjalo nje) yaye Yena nguSolwazi, uMdali, Omkhulu.
82. Yena owaKhe umyalelo ngowokuba Athi xa Enenjongo yento (ethile) Asuke Athi kuyo, “Yibakho!” Ibekho (ngoko nangoko).
83. Ngoko ke Makazukiswe loWo eSandleni saKhe kukho ulongamelo lwezinto zonke, yaye kukuYe apho niza kubuyiselwa khona.

ISahluko 37
AS-SÂFFÂT (EZIKRELISIWEYO) 37

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. (Ndifunga) ngezo ngelosi zikreliswe ngokwemigca,
2. Nangezo ziqhuba (amafu) ngamandla,
3. Nangezo zicengceleza umyalezo (wesiTyhilelo),
4. Inene uThixo wenu nguThixo Mnye,
5. INkosi yamazulu nomhlaba noko kungaphakathi kwawo, EkwayiNkosi yeeMpumalanga[1].
6. Inene Thina Silihombisile izulu elikufutshane ngeenkwenkwezi zokuhombisa
7. Ezikwalukhuselo ngokuchasene naye nawuphi na uShaytân ongumvukeli
8. Ukuze (bangachwechwi) baye kuphulaphula intlanganiso ebekekileyo (yeengelosi) yaye (aba Sathana) baxulutywa (ngamadangatya omlilo) macala onke (abazama ukuvela ngakuwo).
9. Bagxothwe; yaye abakufumanayo kukohlwaywa rhoqo,
10. Ngaphandle kwabo baxhwila (amazwi athile) ngobusela, kodwa nabo bayaleqwa ngezikhuni ezivuthayo, (ezikhanya) ngokugqobhozelayo
11. Khawubabuze (Muhammad) okukuba ingaba ngabo na abayeyona ndalo iqinileyo okanye yenye na (indalo enjengamazulu nomhlaba neentaba) eSazidalayo? Inene, bona Sabadala ngodongwe oluncangathi.

1 Iimpumalanga apha kule Vesi (37:5) isenokuba ichaza iindawo eliye libonakale livela kuzo ilanga kuba ilanga aliphumi kwindawo enye unyaka wonke, ehlotyeni liye libonakale livela kwindawo ethile, ze ebusika libonakale livela bucala kunalaa ndawo livela kuyo ehlotyeni.

12. Ewe kakade (wena Muhammad) uye wamangaliseka (yindelelo yabo) xa bebekugculela (wena ne'Kur'ân).
13. Naxa bekhunjuzwa (ngoAllâh) abahoyi.
14. Naxa bebona umqondiso bayawugculela.
15. Bade bathi, "Asinto yimbi le ngaphandle kokuba ngumlingo ocacileyo!
16. Ingaba xa sifile sele siluthuli namathambo siza kuphinda sivuswe?
17. Noobawo bethu bamandulo?"
18. Yithi wena (Muhammad) "Ewe, yaye niya kuhlaziswa."
19. Iya kuba sisikhalo esinye (seXilongo), yabonani! Baya kubona!
20. Bay kuthi, "Yeh kuthi! L yiy (ngenene) iMini yembuyekezo!"
21. (Kuya kuthiwa kubo), "Yiyo le ke iMini yoMgwebo enanidla ngokuyiphika."

Icandelo 2

22. (Kuya kuthiwa kwiingelosi), "Qokelelani ndaweninye bonke abo benza ubugwenxa, bedibene noogxa babo (ooSathana abangamademon) nezo nto[2] babedla ngokuzikhonza,
23. Endaweni ka-Allâh, nibakhokelele endleleni eya edangatyeni loMlilo (isiHogo);
24. Kodwa khanibamise, kuba inene bona kufuneka bebuziwe.
25. Yintoni ngani, yini na ebangela ukuba ningancedisani (njengoko nanincedisana emhlabeni)?
26. Nakanye, bona baya kusuka bazinikezele.
27. Ke kaloku baya kujika bajongane, babuzane

2 Apha (37:22) izinto ababezikhonza yiyo nantoni na ekhonzwa ngabantu, ingaba nguYesu, uMoya oyiNgcwele okanye iingelosi nokuba ngabantu bakuni abangasekhoyo oko akuvumelekanga ukuba kukhonzwe. NguAllâh Yedwa uThixo Ofanelwe lunqulo.

28. Baya kuthi, “Nini (booSathana) ababedla ngokuza kuthi nivela ngasekunene kwethu”
29. Baya kuphendula ke bona, “Unotshe! Nini ngokwenu eningazanga nikholwe.
30. Ngapha koko thina sasingenagunya phezu kwenu. Nakanye, nina nasuka naba ngabagabadeli.
31. “Ngoku ke iLizwi leNkosi yethu liyathetheleka ngokuchasene nathi, mayela nokuba singcamle (isohlwayo).
32. K ngok sanikhokelel ekulahleken kub nathi sasilahlekile.”
33. Inene ngaloo Mini baya kwabelana ngesohlwayo.
34. Ngokwenene, leyo yindlela esiqubisana ngayo nabenzi bobubi.
35. Ke kaloku, xa kusithiwa kubo, “Akukho thixo wumbi ngaphandle koAllâh,” bona bayazikhukhumalisa, (baphikise).
36. Kananjalo bathi, “Siza kushiya oothixo bethu ngenxa yembongi ephambeneyo na?
37. Nakanye! Yena (uMuhammad) ufike nenyaniso (i-Islam ne‘Kur’ân) yaye yena uyabangqina abaThunywa (abangaphambili kunaye).
38. Inene nina (bahedeni ndini) niza kusingcamla isohlwayo esibuhlungu;
39. Kananjalo aniyi kubuyekezwa nganto ngaphandle koko nanidla ngokukwenza.
40. Ngaphandle kwezicaka ezinyanisekileyo zika-Allâh.
41. Kwabo banjalo kuya kubakho umsindleko owaziwayo.
42. Iziqhamo yaye baya kuhlonipheka,
43. EMiyezweni yolonwabo,
44. Bejongene (behleli zava) ezitroneni.
45. Emacaleni abo kuya kuba kugqithiswa indebe yewayini elungileyo (ehlambulukileyo)
46. Emhlophe nenencasa kwabayiselayo.
47. Abayi kuva buhlungu apho nabubi, bengayi kuva kunxila nakuyotywa (apho).

48. Kant emacalen kwab kuy kubakh abasetyhini, ababajezula ngamehlo abo amahle.
49. Nngokungengath ngamaqanda anonotshelweyo.
50. Ke kaloku baya kujongana babuzane.
51. Isithethi phakathi kwabo siya kuthi, “Ndandinomhlobo (ehlabathini),
52. Owayedla ngokuthi (kum), “Ingaba wena ungomnye wabo bakholwayo (kuvuko lwasemva kokufa na)?”
53. Esithi (kananjalo), “Ingaba xa sele sifile, siluthuli namathambo, siza kuvuswa ngenene samkeliswe umvuzo okanye isohlwayo kusini na?”
54. Kwathiwa kuye, “Ungakhe ujonge phantsi na?”
55. Wajonga ke phantsi waza wambona (umhlobo lowo wakhe) esazulwini soMlilo.
56. Wathi kuye. “Ndifunga ngoAllâh, inene wena waphantsela ukunditshabalalisa,
57. Ukuba ngaba kwakungekho ngenxa yoBabalo lweNkosi yam, inene le, ngendandibe ngomnye wabo batshovelwa (eMlilweni).”
58. (Ke kaloku abemi basePaladesi baya kuthi), Ingaba asizi kuphinda sife kwakhona na?
59. Ngaphandle kokufa kwethu okokuqala, kananjalo ingaba asizi kohlwaywa na (emva kokungena kwethu eMyezweni?)”
60. Inene, le yimpumelelo enkulu!
61. Ngenxa yokufana noku, abasebenzi (bokulungileyo) mabasebenze?
62. Ingaba yiPaladesi na elungileyo okanye ngumthi we*Za'kkum* (umthi ombi osesihogweni)?
63. Inene wona siwenze waba yintshutshiso kubenzi bobubi.
64. Inene wona ngumthi ohluma ngaphantsi koMlilo wesiHogo,
65. Amagaqa eziqhamo zawo anjengeentloko zamashayâtîn (amademon);
66. Inene baza kutyiswa (ezo ziqhamo) bazalise izisu zabo ngazo.

67. Baze phezu koko banikwe amanzi abilayo, ukuba basele khona ukuze ibe ngumxube (wamanzi e*Za'kkum* ngaphakathi eziswini zabo).
68. Kuze emva koko ibe kukubuyiselwa kwabo eMlilweni wesiHogo odwanguzayo.
69. Inene bona bafumana ookhokho babo besendleleni egwenxa;
70. Ngoko ke nabo balandela ezinyaweni zabo!
71. Yaye inene uninzi lwabantu bakudala ababandulelayo babelahlekile;
72. Kananjal Thin Sasithumel abalumkis (abaprofeti) phakathi kwabo;
73. Khangela ke ukuba saba njani na isiphelo sabo babelunyukisiwe (abamamela).
74. Ngaphandle kwezicaka ezikhethiweyo zika-Allâh.

Icandelo 3

75. Kananjalo uNûh wathandaza kuThi, yaye Thina Singabona balungileyo ukuphendula (imithandazo)
76. Ke kaloku Samsindisa yena nosapho lwakhe embandezelweni enkulu (yokurhaxwa ngamanzi),
77. Kanti nenzala yakhe yona Sayenza ukuba ibe ngabasindileyo.
78. Saza Samshiyela (inkumbulo elungileyo) kwizizukulwana ezalandelayo emva koko.
79. Uxolo malube phezu koNûh emaphakadeni.
80. Siwavuza ngolo hlobo ke amalungisa.
81. Inene, yena uNûh wayengomnye wabo babekholiwe kuThi.
82. Kananjalo Sabatshonisa emanzini abanye.
83. Ke kaloku phakathi kweqela lakhe (uNûh) yaba nguIbrâhîm.
84. Wathi akuza eNkosini yakhe ngentliziyo ehlambulukileyo.
85. Yabona; wathi kuyise nakubantu bakubo, "Yintoni na le niyinqulayo (apha)?"
86. "Ingaba ngoothixo bobuxoki na aba nifuna bona nina?

87. Kanti nicinga ntoni ngeNkosi uMlondolozi wamazwe?"
88. Waza wakrwaqula ezinkwenkwezini,
89. Wathi, "Inene mna ndigula.[3]"
90. Bahamba ke bamshiya.
91. Wabuyela yena kwizithixo zabo wathi, "Aniyi kutya na (kwiminikelo yamadini abekwe phambi kwenu?"
92. Kuqhubeka ntoni kanye ngani ningathethi nje?
93. Waphethukela kuzo wazibetha ngesandla sakhe sokunene.
94. Baza bona abakhonzi bezithixo, beza kuye ngokungxama.
95. Wathi yena (kubo), "Ingaba nina ninqula oko nikwenze (ngezandla zenu) na?"
96. Lo gama uAllâh Edale nina kunye noko nikwenzayo (kuzizithixo)!"
97. Bathi bona, "Makheleni isakhiwo (esiliziko uIbrâhîm), nize nimphose edangatyeni lomlilo!"
98. Baqulunqa iyelenqe elo ke kodwa Sasuka Sabenza bangabona bangaphantsi.
99. Ke kaloku wathi yena (emva kokuba ehlanguliwe emlilweni), "Inene mna, ndiya kuya eNkosiniyam, Yiyo Eya kundikhokela!
100. Nkosi yam ndiphe (inzala) eya kuba phakathi kwamalungisa."
101. Samnika iindaba ezilungileyo zomntwana oyinkwenkwe enomonde.
102. Wathi unyana (wakhe lowo) esakuba emdala ngokwaneleyo ukuba ahambe naye, wathi kuye, "O nyana wam! Ndibone ephupheni ndixhela wena (njengedini lomnikelo kuAllah). Bona wena ke ukuba ucinga ntoni na!" Wathi yena. "O tata! Yenza oko ukuyalelweyo, ukuba uAllâh Uyavuma uya kundifumana ndingonyamezelayo."

3 Wathi kubo uyagula (37:89) kuba wayelungiselela ukuba bahambe bonke khona ukuze bamshiye yedwa etempileni yezithixo ukuze akwazi ukuzitshabalalisa ezo zithixo.

103. Bathi ke besakuba bezinikele bobabini (phantsi kwentando ka-Allâh),Waba sele emlalise phantsi emqubudise ngebunzi lakhe (elungiselela ukumnqumla umqala);
104. Samkhwaza, “Hini na Ibrâhîm!
105. Ulizalisekisil iphupha!” Siwavuz kanjal k Thina amalungisa.
106. Olo yayilucikido lokwenene.
107. Samkhulula ngedini elikhulu (inkunzi yegusha).
108. Kananjal yen samshiyel (inkumbul elungileyo) kwizizukulwana ezisezayo.
109. Uxolo malube kuIbrâhîm.
110. Siwavuza ngolo hlobo ke amalungisa.
111. Inene yena wayengomnye wabakhonzi beThu ababekholiwe.
112. Samnika iindaba ezivuyisayo zikaIs-hâ’k (uIsake)
113. Samsikelela yena noIs-hâ’k kodwa kwinzala yabo kukho abo benza okulungileyo, nabo bazona (imiphefumlo yabo) ngokuselubala.

Icandelo 4

114. Kananjalo Senzela ubabalo uMûsâ noHârûn (uAron).
115. Sabasindisa bona nabantu bakubo kwinkxwaleko enkulu,
116. Sabanceda, khona ukuze babe noloyiso;
117. Ke kaloku Sabanika isiBhalo esicacileyo;
118. Sabakhokelela eNdleleni ethe Tye.
119. Sabashiyel (inkumbul elungileyo) kwizizukulwana ezisezayo.
120. “Uxolo malube kuMûsâ noHârûn!”
121. Sibavuza kanjalo Thina abenzi bokulungileyo.
122. Inene bona (uMûsâ noHârûn) babezizicaka zeThu ezibini ezikholwayo.
123. Kananjalo uIlyâs (uEliya) yayingomnye wabaThunywa.
124. Xa wathi kubantu bakubo, “Aniyi kumoyika na uAllâh?”

125. Ingaba niza kubiza kuBhali na niyeke Oyena Mdali Wokwenene,
126. UAllâh OyiNkosi yenu, OyiNkosi yooyihlo'mkhulu bamndulo?"
127. Kodwa basuka bamphikisa yena (uIlyâs)[4], ngoko ke baza kuziswa ngaphambili (esohlwayweni),
128. Ngaphandle kwezicaka ezikhethiweyo zika-Allâh.
129. Yena Samshiyela (inkumbulo elungileyo) kwizizukulwana ezisezayo.
130. "Uxolo malube kuIlyâsîn!"
131. Sibavuza kanjalo Thina abenzi bokulungileyo.
132. Inene yena wayengomnye wezicaka zeThu ezikholiweyo.
133. Kanti noLût yayingomnye wabaThunywa.
134. Xa Samsindisayo yena nosapho lwakhe lonke,
135. Ngaphandle kwexhegokazi (umkakhe) elaba ngomnye wabo bashiyeka ngemva.
136. Sabatshabalalisa bonke abanye (bezixeko ezo iSodom neGomora).
137. Inene nina nigqitha ngakubo (abo bafela apho) ekuseni
138. Nasebusuku; ingaba aniyi kucingisisa na?

Icandelo 5

139. Kanti noYûnus wayengomnye wabaThunywa.
140. Xa wabalekela kwinqanawa eyayinomthwalo.
141. Wavuma ke ukwenza amaqashiso, waza waba ngomnye wabo balahlekelwayo.
142. Ke kaloku intlanzi enkulu yamginya njengoko wayenze isenzo esigxekekileyo.
143. Ukuba ngaba wayengazanga abe ngomnye wabo bazukisa uAllâh,

4 UIlyâsa (37:127) nguMprofeti uEliya owayethunyelwe kumaSirayeli.

144. Inene yena wayeza kuhlala esiswini sentlanzi de kube yimini yoVuko.
145. Kodwa Samphosela elunxwemeni egula (enjalo),
146. Ke kaloku Sahlumisa umthi womhlavuthwa phezu kwakhe (ngentla kwakhe)
147. Kananjalo Samthumela kubantu abangamawaka aliwaka nangaphezulu kunoko.
148. Bakholwa ke; Saza Sabanika ulonwabo lokwethutyana.
149. Ngoku ke khawubabuze (Muhammad), "Ingaba ziintombi[5] (zodwa) na Enazo iNkosi yakho baze bona babe noonyana na?"
150. Okany mhlawumb (bathi) Sadal iingelos zaba ngabasetyhini lo gama babebukele bona kusini na?
151. Inene kungobuxoki babo le nto abahedeni besithi,
152. "UAllâh Uzele", bona ngamaxoki okwenene!
153. Ingaba Yena Uzikhethele iintombi kusini na endaweni yoonyana?
154. Yintoni na ngani? Nigweba njani kanye?
155. Kanti aniqaphelisisi na?
156. Okanye mhlawumbi ninegunya elicacileyo nina?
157. Yizani nencwadi yenu kaloku ukuba ninenyaniso.
158. Kananjalo baye baqamba ukuhlobana phakathi kwaKhe nee*Jinni*, kodwa zona ii*Jinni* ziyazi (kakuhle) okokuba ziza kuma (phambi kwaKhe ziphendule ngezenzo zazo).
159. Uzuk lonk malub kuAllâh! (Okud lee) koko bakwayamanisa naYe!
160. Ngaphandle kwezicaka zika-Allâh, Awazikhethayo.
161. Ngoko ke inene nina bahedeni ndawonye nabo nibanqulayo (izinyanya).
162. Abangekhe balahlekise (nabani na kumakholwa) bamwexule kuYe (uAllâh).

5 Abahedeni baseMakkah (37:149) babekholelwa kwinto yokuba iingelosi zika-Allâh ziintombi zonke ayikho eyindoda.

163. Ngaphandle kwalowo umiselwe ukuba atshe esiHogweni.
164. Yaye akukho namnye kuthi (ingelosi) koko unendawo yakhe eyaziwayo.
165. Kananjalo thina (zingelosi) sima ngokwemigca (sithandaze phambi koAllah);
166. Yaye futhi thina (zingelosi) inene singabo bazukisa uAllâh.
167. Kananjalo bona (abahedeni) babedla ngokuthi,
168. "Ukuba sasibe naye umlumkisi njengabantu bamandulo
169. Sasiya kuba zizicaka zika-Allâh ezikhethiweyo!
170. Kodwa (ngoku i'Kur'ân ifikile) abakholwa kuyo. Ngoko ke baza kwazi.
171. Inene lona ilizwi leThu sele liphumile, kwamandulo mayela neziCaka zeThu abaProfeti.
172. Elokuba ngabo ngokwenene abaza kuba noloyiso,
173. Kwanokuba imikhosi yeThu yiyo eza kuba yeyoyisayo.
174. Shenxa ke kubo (wena Muhammad) okwethutyana,
175. Ubajonge kanti baza kubona!
176. Ingaba bafuna ukuba isohlwayo sikhawuleziswe?
177. Ke kaloku ukuhla kwaso singena emizini yabo, iya kuba mbi intsasa (yaloo mini) kwabo babelunyukisiwe.
178. Ngoko ke (wena Muhammad) bashiye okwethutyana.
179. Ubajonge, kanti baza kubona!
180. Uzuko lonke malube seNkosini yakho, iNkosi yobunganga namandla (Ekude lee) koko bakwayamanisa naYo!
181. Uxolo malube kubaThunywa!
182. Nokudunyiswa kokuka-Allâh, iNkosi uMlondolozi wamazwe.

ISahluko 38
SÂD 38

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Sâd. Nge'Kur'ân enenkumbuzo
2. Nakanye abo bangakholwayo basekuphikiseni okuyinkukhumalo yobuxoki.
3. Zingaphi izizukulwana eSazitshabalalisayo ngaphambili kunabo! Ke kaloku zakhala kwaba kungasekho xesha lakubaleka.
4. Kananjalo (ama-Arabhu angakholwayo) amangalisekile kukuba kufike uMlumkisi kuwo ephuma phakathi kwawo. Yaye abangakholwayo bathi, "Lo (Mprofeti uMuhammad) ngumenzi wemilingo, ixoki.
5. Ingaba udibanise oothixo bonke baba nguthixo omnye? Inene, yinto engummangaliso le.
6. Ke kaloku abaziinkokeli phakathi kwabo bahamba besithi, "Nina hlalani nibambelele koothixo benu! Inene le yinto equlunqwe (ngokuchasene nani)!
7. Asizanga siyive into (enjengale) kwinkolo yale mihla (ubuKhristu), asinto yimbi le ngaphandle kokuba ngumqambo!
8. Ingaba iNkumbuzo[1] ityhilwe kuye (yedwa) phakathi kwethu?" Unotshe, eneneni bona basezintandabuzweni ngeNkumbuzo yaM! Nakanye, abakasingcamli isohlwayo saM!
9. Makube mhlawumbi banoovimba benceba yeNkosi yakho, uSomandla, uMboneleli wokwenene?

1 INkumbuzo (38:8) yi' Kur'ân ukutsho oko lelinye lamagama e' Kur'ân ezukileyo

10. Okanye mhlawumbi ulongamelo lwamazulu nomhlaba nako konke okuphakathi kuwo lolwabo? Ukuba kunjalo ke mabanyuke kaloku (beze emazulwini) ngeendlela (zabo)!
11. Baya kuba ngumkhosi owoyisiweyo njengemikhosi yobumbano yamandulo (eyoyiswayo).
12. Phambi kwabo (baninzi) abaphikisa (abathunywa) abantu bakwaNûh nabakwa-'Ad; nabakwaFir'awn umfo wezibonda (awayesohlwaya ngazo abantu),
13. NabakwaThamûd nabantu bakwaLût nabemi baseziNkunini abo ke yayingabantu bobumbano.
14. Akukho namnye kubo ongazanga abaphike abaThunywa. Ngoko ke isohlwayo saM sathetheleleka.

Icandelo 2

15. Aba ke balindele isithonga esinye kuphela seXilongo. Akuyi kubakho kuthotha nasiphelo kuso.
16. Bathi, "Nkosi yethu! Khawulezisa (Usinike iiNcwadi zezenzo zethu ezilungileyo nezigwenxa ukuze sizibone) ingekafiki iMini yamatyala.
17. Yiba nomonde wena (Muhammad) mayela noko bakuthethayo, ukhumbule kananjalo isiCaka seThu uDâwûd wanyamezela ngamandla. Inene yena wayehlala ebuyela (kuThi) ngezinto zonke (awayezenza), enenguquko.
18. Senza iintaba ukuba zizukise iindumiso zeThu kunye naye (uDâwûd) emva kwemini nasekuphumeni kwelanga kude kube semini emaqanda.
19. Zenza njalo neentaka zahlangana, zamthobela zonke (uDâwûd).
20. Senza ubukumkani bakhe baba namandla, Samnika ubulumko nokugweba ngokulungileyo ngentetho nangokuthabatha isigqibo

21. Ingaba iindaba zababangisani ababini zifikile na kuwe? Xa batsiba udonga lwendawo yakhe yokuthandazela.
22. Bathi bakungena kuye uDâwûd wothuka. Bathi bona, “Musa ukoyika, (thina singabantu ababangisanayo) ababini, omnye kuthi wone omnye, ngoko ke gweba phakathi kwethu ngenyaniso. Ungasiphathi ngentswela bulungisa, usikhokelele kananjalo eNdleleni elungileyo.”
23. (Omnye kubo wathi), “Umzalwana wam lo unezimvu ezingamashumi asithoba anethoba, ndibe mna ndinenye kuphela kodwa (ngoko kunjalo) uthi, ‘Ndinike yona. Kwaye uyandongamela ngokuthetha.”
24. UDâwûd (engalibazisanga) wathi, “Ukonile ngokufuna imvu yakho ukuba ayongeze kwezakhe. Kambe maninzi amahlulelane acinezelanayo, ngaphandle kwabo bakholwayo, benze izenzo ezilungileyo yaye bambalwa.” Ke kaloku uDâwûd waqikelela okokuba beSimvavanya wacela itarhu eNkosini yakhe, wawa phantsi waqubuda wabuyela kuAllâh ngenguquko.
25. Samxolela ke ngoko, ukanti okwakhe kukuba kufuphi naThi nendawo yokubuyela (iPaladesi).
26. Hini na Dâwûd! Inene wena Sikubekele ukuba ube ngummeli ehlabathini; ngoko ke gweba ngokusenyanisweni, ungalandeli iminqweno yakho ngokuba iya kukuphambukisa eNdleleni ka-Allâh Inene abo baphambukayo eNdleleni ka-Allâh baya kufumana isohlwayo esibuhlungu ngokuba bona baye balibala ngeMini yemibuzo.

Icandelo 3

27. Kanti ke Asidalanga amazulu nomhlaba nako konke okukuwo ngaphandle kwenjongo! Leyo yingcinga yabo bangakholwayo! Yeha ke kwabo bangakholwayo eMlilweni.

28. Ingaba Siza kuphatha abo bakholwayo, benza izenzo ezilungileyo njengabenzi bobubi emhlabeni okanye Siphathe abo bahlonela uAllâh njengabangcolileyo?
29. (Le) yiNcwadi (i'Kur'ân) eSiyithumele kuwe, izele ziintsikelelo, khon'ukuze bacamngcisise ngeeVesi zayo aze namadoda anengqiqo phakathi kwabo akhumbule.
30. Kananjalo uDâwûd Sampha uSulaymân. Esinjani ukulunga sona isiCaka! Inene yena wayehlala ebuyela (kuThi) ngenguquko!
31. Kwathi emva kwemini, kwakwenziwa umboniso phambi kwakhe wamahashe aqeqeshiweyo omkhosi wokulwa imfazwe.
32. Wathi yena, "Mna ndiye ndathanda (la mahashe) endaweni yokukhumbula iNkosi yam, lada ixesha (lomthandazo wasemva kwemini) laphela, (nelanga) lafihlakala kwisigqubuthelo (sobusuku)."
33. Waza wathi, "Waziseni kum wahambahambisa isandla sakhe emilenzeni yawo nasezintanyeni zawo kwada kwaya kuphela umboniso).
34. Kananjalo Savavanya uSulaymân, Sabeka umzimba (ongenabomi) waza wabuyela (kuAllâh ngenguquko nangentobeko)
35. Wathi, "Nkosi yam ndixolele, Undiphe ubukumkani obungasokuze bube bobakhe nabani na emva kwam: inene Wena unguSokupha."
36. Ke kaloku Samenzela ukuba umoya umthobele, wawuvuthuza ngocoselelo, ngokomyalelo wakhe, naphi na apho athanda khona.
37. Kanti namashayâtini (ooSathana) nabo bonke abakhi neendadi.
38. Nabanye ababebotshwe ngamakhamandela.
39. (UAllâh Wathi kuSulayman), "Esi sisipho seThu ngoko ke sisebenzise okanye usigcine kuwe, akukho nto iza kubuzwa (kuwe) ngaso."

40. Inene okwakhe kukuba secaleni kweThu, nokubuyela kokulungileyo ePaladesi.

Icandelo 4

41. Khumbula kananjalo isicaka seThu uAyyûb ukucela kwakhe eNkosini yakhe (esithi), "Inene uShaytân undifumene ngenkxwaleko nangentuthumbo.
42. UAllâh Wathi, "Ngqisha emhlabeni ngonyawo lwakho: nanku umthombo wamanzi wokuba uhlambe kuwo, akwasisiselo esipholileyo.
43. Kananjalo Saphinda Sambuyisela usapho lwakhe, ndawonye nokunye okufana noko njengenceba evela kuThi, nenkumbuzo kwabo baqiqayo.
44. Uthathe ngesandla sakho isicithi sengca ubethe ngaso (umfazi wakho), ungasaphuli isithembiso sakho. Inene Thina Samfumana (uAyyûb) enomonde, esinjani ukulunga sona isicaka! Inene yena wayesoloko ebuyela (kuThi) ngenguquko.
45. Khumbula kananjalo izicaka zeThu uIbrâhîm, uIs-hâ'k, noYa'kûb (bonke) abo babe namandla (okuSikhonza) nengqiqo (elungileyo) yenkolo.
46. Inene Sabakhetha bona ngokubanika inkumbuzo yekhaya (lasemva kokufa).
47. Kananjalo bona bakunye naThi, yaye bangabakhethiweyo, abona balungileyo!
48. Khumbula uIsmâ'îl, uAlyasa'[2] noDthul-kifil[3], bonke (abo) ngabanye babo balungileyo.
49. Le yinkumbuzo. Yaye inene okwabanyulu iya kuba kukubuyela okulungilelyo kwasePaladesi.
50. E'Adn (eEden), uMyezo omasango awo aya kuvulelwa bona.

2 UAlyasa' (38:48) nguMprofeti uElisha.
3 UDthul-kifil (38:48) nguMprofeti uIsaya.

51. Phakathi apho baya kungqiyama; apho baya kubiza indyebo yeziqhamo neziselo.
52. Ukanti ecaleni kwabo iya kuba ngabafazi abanyulu abaya kuba bebambe amehlo abo (ukuba anganqweneli bambi ngaphandle kwabayeni babo), benobudala obulinganayo.
53. Oku ke kuko oko nina bamoyikayo uAllâh nithenjiswa ngako ngeMini yamatyala.
54. (Kuya kuthiwa kubo)! "Inene le yimbonelelo yeThu kuni engasokuze iphele."
55. Oku kunjalo! Ke kaloku kubagabadeli iya kuba kukubuyela okubi (kwaseMlilweni).
56. EsiHogweni kulapho baza kutsha khona, hayi ukuba mbi kwaloo ndawo yokuphumla (kwabo)!
57. Oku kunjalo! Mabangcamle (isohlwayo) ke ulwelo olubandayo nobubomvu (obuphuma ezilondeni).
58. Nezinye (izohlwayo) ezikwanjalo zidityaniswe zonke.
59. Eli liqela Eliza lingxamile kuwe! Akuyi kubakho kwamkeleka kubo Inene bona baza kutsha eMlilweni.
60. (Ababengabalandeli baya kukhala kwabo babalahlekisayo bathi), "Oku kwenu! Akukho kwamkeleka kuni! Nini aba basihlisela oku phezu kwethu (emhlabeni), hayi ububi bale ndawo yokuhlala!"
61. Baya kuthi, "Nkosi yethu! Nabani na owasihlisela oku, mongezele isohlwayo ngokuphindwe kabini eMlilweni!"
62. Ke kaloku baya kuthi, "Kwenzeka ntoni na kanye kuthi ukuba singababoni abantu esasidla ngokubabala nabangalunganga?
63. Ingaba sasibenza izinto zokugculela, okanye mhlawumbi ngamehlo ethu asilelayo ukubabona?"
64. Inene leyo yinyaniso yokwenene baya kuphikisana abantu boMlilo!

Icandelo 5

65. Yithi (Muhammad), “Mna ndinguMlumkisi kuphela yaye akukho thixo wumbi ngaphandle koAllâh, Omnye, Ongenakuphikiswa.
66. INkosi yamazulu nomhlaba nako konke okuphakathi kwawo, uSomandla, uMxoleli.”
67. Yithi, “Le ‘Kur’ân iziindaba ezinkulu,
68. Ezo nina nizitshikilelayo.
69. Mna andinalwazi lwaziphathazithunywa, xa zazipikisana, zixoxa (ngokudalwa komntu).
70. Okutyhiliwey ku kuphel kukub mna ndinguMlumkisi ocacileyo.”
71. Yabona! INkosi yakho yathi kwiingelosi, “Ndiza kudala umntu ngodongwe.
72. Ekumbumbeni kwaM, Ndamphefumlela umoya waM, niya kuqubuda kuye ke nina.”
73. Zaqubuda iingelosi zonke:
74. Ngaphandle koIblîs (uSathana): wakhukhumala waza waba ngomnye wabangakholwayo.
75. UAllâh Wathi, “Hini na Iblîs! Yintoni na ekuthintelayo ukuba uqubude kulowo Ndimdalileyo ngeZandla zaM zoziBini? Uzingca kakhulu na okanye ungoyena wabaphakamileyo, abakhulu kusini na?”
76. (UIblîs) wathi, “Mna ndingcono kunaye. Mna Undidale ngomlilo, yena Wamdala ngodongwe.”
77. (UAllâh) Wathi, “Phuma umke apha; kuba wena ulahliwe
78. Yaye inene isiqalekiso saM siya kuba phezu kwakho kude kube yiMini yoMgwebo.”
79. (UIblîs) wathi, “Nkosi yam! Ndimele kude kube yiMini yoVuko lwabafileyo.”
80. (UAllâh) Wathi, “Inene wena ungomnye wabo bamelweyo.
81. Kude kube lixesha elimisiweyo.”

82. (UIblîs) wathi, “Ngamandl aKho, inen mn ndiya kubalahlekisa bonke,
83. Ngaphandle kwezicaka zaKho ezikhethekileyo phakathi kwabo.”
84. (UAllâh) Wathi, “Yinyaniso (leyo) yaye inyaniso Ndithi (kuwe),
85. “Ndiya kuzalisa isiHogo ngawe ndawonye nabo (bantu) balandela wena.”
86. Yithi (Muhammad), “Akukho ntlawuliso ndinibiza yona ngale (‘Kur’ân), ndingenguye nomnye wabaqambi (bobuxoki).
87. Yona le (‘Kur’ân) yinkumbuzo yendalo yonke.
88. Ke kaloku niza kuyazi inyaniso emveni kwethuba.”

ISahluko 39
AZ-ZUMAR (AMAQELA) 39

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. IsiTyhilelo sale Ncwadi (i'Kur'ân) sivela kuAllâh, uSomandla, uSobulumko.
2. Sithumele i'Kur'ân kuwe (Muhammad) ngenyaniso: ngoko ke wena nqula uAllâh, wenze izenzo zenkolo ngokunyanisekileyo ngenxa ka-Allâh
3. Inene inkolo yeka-Allâh kuphela. Abo bazithabathela bancedi bambi ngaphandle kwaKhe (besithi), "Sibanqulela ukuba basisondeze kuAllâh kuphela." Inene uAllâh Uza kugweba phakathi kwabo mayela noko baphikisana ngako. Inene Akamkhokeli lowo ulixoki nongumchasikholo.
4. Ukuba uAllâh Wayethandile ukuba nonyana, ngeWayemkhethe kwabo Wabadalayo kodwa Makazukiswe Yena. NguAllâh, Mnye, Yena akanakuphikiswa.
5. Yena Wadala amazulu nomhlaba ngenyaniso. Wenza ubusuku bumke emini ize nemini imke ebusuku kananjalo Wenza ilanga nenyanga zithobele (umthetho waKhe), nganye kuzo ibaleke ixesha elibekelweyo. Inene Yena nguSomandla, nguMxoleli.
6. Wanidala (nonke) ngesiqu (somntu) omnye (uAdam); Waza ngaye (lowo) Wenza umfazi wakhe, kananjalo Yena Unithobele izibini ezisibhozo zezilwanyana zemfuyo. Yena Unidale ezibelekweni zoomama benu (Wenza) indalo emva kwendalo kwizigqubuthelo ezithathu zobumnyama. Lowo ke nguAllâh: iNkosi yenu. BobaKhe ubukumkani, akukho Thixo ngaphandle kwaKhe yintoni na eniphambhukisileyo?

7. Ukuba niye anakholwa, inene Yena uAllâh akukho nto Anifuna yona, Akakuthandi ukungakholwa ezicakeni zaKhe. Kananjalo ukuba niyabulela, Uyakuthanda oko kuni. Akukho mthwali wamithwalo uza kuthwaliswa umthwalo womnye. Ukanti eNkosini yenu kulapho niza kubuyela khona. Yaye Iza kunixelela ngezinto enazenzayo. Inene Yena nguMazi woko kusezifubeni (zabantu).
8. Kanti ke xa umntu echukunyiswa bubuhlungu, uye athandaze eNkosini yakhe, abuyele kuYo ngenguquko: Kodwa Esakumbonelela ngezibele zaKhe, alibale ngoko ebekuthandazele ngaphambili, aze enzele uAllâh amahlulelane khona ukuze aphambukise abanye abantu eNdleleni yaKhe. Yithi, "Kuvuyele ukungakholwa kwakho okwethutyana: inene wena ungomnye wabo bangabahlali baseMlilweni!"
9. Ingaba lowo uthobela uAllâh, uqubudayo okanye eme ngeenyawo (athandaze) ngeeyure zobusuku, esoyika uBomi oBuzayo, enethemba lenceba yeNkosi yakhe, (uyafana na lowo ungakholwayo)? Yithi: "Ingaba abo baziyo bayafana nabo bangaziyo?" Inene ngabantu bengqiqo kuphela abaya kukhumbula (bathabathe isifundo kwiiVesi ze'Kur'ân).

Icandelo 2

10. Yithi (Muhammad), "Hini na zicaka zam ezikholwayo! Yoyikani iNkosi yenu, nenze amaxanduva wenu kuYo, mhle (umvuzo) wabo benza okulungileyo kweli hlabathi, ukanti umhlaba ka-Allâh uphangalele[1]. Ngabo banomonde kuphela abaza kufumana umvuzo wabo ngokugcweleyo ngaphandle kokumiswa ematyaleni.

1 Oku (39:10) kuthetha umntu oqhubekayo nokubiza abantu abangamaMuslim ngamagama amabi angathandekiyo nangona ebona ukuba bona abantu abawathandi la magama ababiza ngawo.

11. Yithi, “Inene mna ndiyalelwe ukuba ndinqule uAllâh Yedwa ndinyanisekile eNkolweni yaKhe.
12. Kananjalo mna ndiyalelwe (oku) khon’ukuze ndibe ngowokuqala kwabo (bazinikelayo kuAllâh) bangama Muslim.”
13. Yithi (Muhammad), “Inene ukuba ndingangayithobeli iNkosi yam, ndoyika isohlwayo seMinikazi eNkulu.
14. Yithi, “NguAllâh Yedwa endimnqula ngokwenza izenzo zenkolo ngokunyanisekileyo ngenxa yaKhe kuphela.
15. Ke ngoko khonzani loo nto nithande ukuyikhonza ngaphandle kwaKhe. Yithi (Muhammad), “Abalahlekelwa (bokwenene) ngabo baza kulahlekelwa ziziqu zabo neentsapho zabo ngoMhla woVuko. Inene leyo iya kuba yilahleko ecacileyo.”
16. Baya kuba nezigqumathelo zoMlilo phezu kwabo nezigqumathelo zoMlilo nangaphantsi kwabo Ngako oku uAllâh Woyikisa izicaka zaKhe, “Hini na zicaka zaM, yoyikani Mna ke ngoko.”
17. Abo bazikhwebulayo kwizithixo bangazikhonzi baze babuyele kuAllâh okwabo ziindaba ezivuyisayo, ngoko ke vakalisa iindaba ezilungileyo kwizicaka zaM.
18. Ke bona abo baliphulaphulayo ilizwi, balandele okulungileyo kulo. Abo ngabo uAllâh Abakhokeleyo yaye abo ngabantu bengqiqo.
19. Ingaba lowo ummiselo wesohlwayo umfaneleyo (uyafana nalowo uzikhwebulayo ekungcoleni? Ingaba wena Muhammad uza kukwazi ukumhlangula lowo useMlilweni?
20. Kodwa abo bayoyikayo iNkosi yabo (uAllâh) benze imisebenzi yeemfanelo zabo kuYe, okwabo ngamagumbi aphakamileyo abawakhelwayo, elinye phezu kwelinye, ekumpompoza imilambo phantsi kwawo: Esi sisithembiso sika-Allâh; yaye uAllâh Akasileli kwisithembiso (saKhe).
21. Akuboni na ukuba uAllâh Uthumela amanzi (emvula) esuka esibhakabhakeni, Awenze angene emhlabeni, eyimithombo?

Aze emva koko Enze kuhlume iimveliso eziyimibala ngemibala zize emva koko zitshazwe (zibune), nizibone zijika ziba mthubi, Aze Azenze zome zibe zizijungqu ezaphukileyo? Inene kuko oku kukho inkumbuzo kubantu bengqiqo.

Icandelo 3

22. Ingaba lowo usifuba sakhe uAllâh Asenze savuleka kwi-Islam khona ukuze abe sekukhanyeni kweNkosi yakhe (uyafana nalowo ungeloMuslim). Yeha ke kwabo bantliziyo zabo zilukhuni ekukhumbuleni uAllâh! Bona basekulahlekeni okucacileyo!
23. UAllâh Uthumele eyona ntetho ilungileyo, iNcwadi (i'Kur'ân), enezahluko ezifanayo neziphinda-phindiweyo. Izikhumba zabo bayoyikayo iNkosi yabo ziyangcangcazela ngayo. Ke kaloku izikhumba zabo neentliziyo zabo zithambela inkumbulo ka-Allâh. Yena Ukhokela lowo Athande ukumkhokela ngayo. Ke lowo ulahlekiswe nguAllâh akayi kuba namkhokeli.
24. Ingaba lowo uza kugagana ngobuso bakhe nesohlwayo esoyikekayo ngoMhla woVuko (uyafana na nalowo uza kungena eMyezweni)? Kananjalo kuya kuthiwa kubenzi bobubi, "Ngcamlani enakwenzayo."
25. Baphika abangaphambili kubo, saza isohlwayo seza kubo sivela kumacala ababengawacingelanga.
26. Ngoko ke uAllâh Wabenza bangcamla ihlazo kobu bomi kodwa esikhulu sisohlwayo soBomi oBuzayo ukuba bebesazi.
27. Ke kaloku Sinike umntu kule 'Kur'ân zonke iintlobo zemizekeliso khon'ukuze bakhumbule.
28. I'Kur'ân yesiArabhu, engenabugoso-goso (kuyo) khon'ukuze baphephe ukungcola uAllâh Abayalele ukuba bakuphephe, baMoyike, benze amaxanduva abo kuYe.
29. UAllâh Wenza umzekeliso wendoda (esisicaka) sabantu abangamahlulelane amaninzi, axambulisanayo nendoda

esisicaka senkosi enye kuphela: ingaba (ezi zicaka) zibini ziyafana xa zithelekiswa? Iindumiso mazibe kuAllâh! Kodwa uninzi lwabo alwazi.

30. Inene wena (Muhammad) uza kufa, kanti nabo baza kufa.
31. Ke kaloku ngoMhla woVuko niya kuphikisana phambi kweNkosi yenu.

Icandelo 4

Isiqendu 24

32. Ngubani na owenza obona bugwenxa bukhulu kunalowo uthetha ubuxoki ngoAllâh, aphike inyaniso isakuba ifikile kuye! Alikho siHogweni na ikhaya labangakholwayo?
33. Lowo uze nenyaniso [uMuhammad] (nabo) bayingqinayo – abo ngamalungisa.
34. Baya kukufumana konke abakufunayo eNkosini yabo, lowo ngumvuzo wabenzi bokulungileyo.
35. Khon'ukuze uAllâh Abaxolele ngokungcola abakwenzayo, Abanike umvuzo olingana noko (kulungileyo) bazama kangangoko ukukwenza.
36. Akanelanga na uAllâh kwisicaka saKhe? Kodwa basazama ukunoyikisa ngabo babanqulayo ngaphandle kwaKhe! Lowo ulahlekiswe nguAllâh, akuyi kubakho mkhokeli kuye.
37. Nabani na lowo uAllâh amkhokeleyo akuyi kubakho mlahlekisi. AyingoAllâh na uMnini mpindezelo?
38. Ukanti ke xa unokubabuza, "Ngubani owadala amazulu nomhlaba? Ngokuqinisekileyo baza kuthi, 'NguAllâh (Owadalileyo)' Yithi wena, "Ndixeleleni ke ezi zinto nizinqulayo ngaphandle koAllâh ukuba uAllâh Angagqiba ekubeni Andenze ububi zingabususa zona ububi baKhe? Okanye ukuba (uAllâh) Angandenzela inceba yaKhe zingayithintela inceba yaKhe?" Yithi Wanele kum uAllâh; mababeke ithemba labo kuYe bonke abo bakholwayo.

39. Yithi, “Hini na bantu bakuthi! Yenzani ngendlela yenu Mna ndenze (ngendlela yam). Yaye niza kwazi.
40. Lowo uza kufikelwa sisohlwayo esilihlazo ngulowo uza kuhlelwa sisohlwayo sanaphakade.
41. Sityhilele uluntu iNcwadi (i‘Kur’ân) kuwe ngenyaniso, ngoko ke lowo wamkela isiKhokelo, usamkelela isiqu sakhe nalowo uphambukayo, uziphambukisela ilahleko yakhe, wena ke (Muhammad) awungomlondolozi wabo.

Icandelo 5

42. UAllâh Uthabatha imiphefumlo yabo ngexesha lokufa kwabo, nabo bangafanga ebuthongweni babo. Abo Amisele ukuba bafe, Uyababamba (bangabuyeli ebomini), kodwa bonke abanye Ubathumela (emizimbeni yabo) ixesha elimisiweyo. Inene kuyo le nto kukho imiqondiso kwabo bacamngcayo.
43. Bazithabathele (thixo bambi) ukuba babe ngabathetheleli ngaphandle koAllâh kusini na? Yithi, “Nangona bengenamandla naphezu kwayiphi na into, bengenayo nengqondo?”
44. Yithi, “Intethelelo yonke yeka-Allâh. BobaKhe ubukumkani bamazulu nomhlaba ukanti kukuYe apho niza kubuyiselwa khona.”
45. Xa uAllâh Ekhankanywa Yedwa, iintliziyo zabo bangakholwayo kuBomi Obuzayo zizala kukucaphuka kodwa xa (ezinye izithixo) zikhankanywa ngaphandle kwaKhe, yabona, baba nochulumanco!
46. Yithi, “O Allâh! Mdali wamazulu nomhlaba! (Wena) Mazi wokungabonwayo nokubonwayo! Uza kugweba phakathi kwezicaka zaKho ngoko zaziphikisana ngako.”
47. Abo benza ubugwenxa, ukuba bebenokuba nako konke okusemhlabeni, nangaphezulu kunako, bebezakunikela ngako njengentlawulo (yokuzikhulula) kwintlungu yesohlwayo

ngeMini yoMgwebo: kodwa kukho into eza kugagana nabo evela kuAllâh, abebengayazi[2].

48. Ke kaloku ukungcola kwezenzo zabo baza kukubona, yaye baza kurhangqelwa ngokupheleleyo koko babekugculela!
49. Xa ububi bumchukumisa umntu, uthandaza kuThi (acele uncedo): (Sithi sisakumhlangula kobo bubi) sibujike bube luBabalo oluvela kuThi, (asuke) athi yena, "Kube ngenxa yolwazi lwam kuphela ukuze ndifumane oku," Nakanye (olu) luvavanyo kuphela, kodwa uninzi lwabo alwazi!
50. Abo bangaphambili kunabo batsho njalo, kodwa (konke) oko babe nako akuzanga kubancede nto.
51. Ngoko ke iziphumo ezingcolileyo zoko bakwenzayo zabafumana, abenzi bobubi (besi sizukulwana) iziphumo ezingcolileyo zezenzo zabo ziza kubafumana (nabo), yaye abayi kuze bakwazi ukuphuncula.
52. Abazi na ukuba uAllâh Wandisela lowo Athande ukumandisela imbonelelo, Ancitshe (lowo Athande ukumncitsha) Inene kuko oku kukho imiqondiso kubantu abakholwayo!

Icandelo 6

53. Yithi, Hini na zicaka zaM ezigabadeleyo ngokuchasene neziqu zazo! Musani ukulahla ithemba ngenceba ka-Allâh: kuba uAllâh Uxolela zonke izono: ngokuba Yena nguMxoleli, nguSozinceba.

2 Into abangazi kuyazi (39:47) ngumbuzo ochazwa nguAnas bin Malik, othi wathi uMthunywa ka-Allâh uMuhammad Sallallahu ʻalayhi wasallam, ngoMhla wokuGqibela umntu ongakholwayo uza kubuzwa okokuba: "Ukuba ngaba ubunegolide eninzi ezelise umhlaba ubuza kunikela ngayo yonke ukuzikhulula (eMlilweni wesiHogo)? Uza kuphendula yena, "Ewe" Kuze kuthiwe kuye: Wawucelwe ukuba wenze into elula kunaleyo nje (yokuba unganquli bani ngaphandle koAllâh), wamkele iIslam, kodwa wala wena? (Sahih Al-Bukhari,vol. 8, Hadith No.546)

54. Kananjalo buyelani (kuAllâh) ngenguquko nangentobeko ngokholo lokwenene eNkosini yenu, nizithobe kuYo singekanifikeli isohlwayo, emva koko aniyi kuba sancedwa.
55. Yaye landelani okona kulungileyo koko kuthunyelwe kuni kuvela eNkosini yenu, singekehli isohlwayo phezu kwenu ngequbuliso ningaqondanga.
56. Kuba hleze umntu athi, "Kowu madoda, ndibuhlungu ngokungabi nahoyo ngoAllâh yaye ndasuka mna ndaba ngomnye wabo bagculelayo!"
57. Okanye, athi, "Ukuba uAllâh Wayendikhokele, ndandiya kuba ngomnye wamalungisa!"
58. Okanye athi xa ngoko sele esibona isohlwayo, "Akwaba bendinokuphinda ndinikwe elinye ithuba inene bendiya kuba ngomnye wabenzi bokulungileyo!"
59. (Impendulo iya kuba kuthiwe kuye), "Nakanye, iiVesi zaM zazifikile kuwe, kodwa wena wazala; waba nenkukhumalo, wangomnye wabo bangakholwayo."
60. Kananjalo ngomhla woVuko uza kubabona abo baxokayo ngoAllâh ubuso babo buya kuba mnyama. Alikho siHogweni na kanene ikhaya labakhukhumeleyo?
61. Ke kaloku uAllâh Uya kubasindisa abo banyulu, Abangenise ezindaweni zabo zempumelelo. Ukungcola akuyi kubachukumisa, bengayi kuxhalaba.
62. UAllâh nguMdali wezinto zonke, yaye nguMlondolozi wezinto zonke.
63. ZezaKhe izitshixo zamazulu nomhlaba. Ke kaloku abo bangakholwayo kwiiVesi zika-Allâh, ngabo kanye abaya kuba ngabalahlekelwa.

Icandelo 7

64. Yithi (Muhammad), "Nina niyalela mna ukuba ndikhonze (thixo bambi) ngaphandle koAllâh kusini na ziyathandini !"

65. Ukanti kuye kwatyhilwa kuwe (Muhammad) njengoko kwakunjalo kwabakwandulelayo (kwathiwa), “Ukuba nithe nayamanisa abanye kunqulo luka-Allâh inene izenzo zenu ziya kuba lilize yaye inene niya kuba ngabanye babalahlekelwa.”
66. Ewe nje! Wena nqula uAllâh, ube kunye nabo banombulelo.
67. Abenzanga mlinganiselo wabulungisa ufanelekileyo ngoAllâh, Kanti ngoMhla woVuko umhlaba wonke uza kufunjathwa siSandla saKhe. Yaye amazulu wona aya kusongwa eSandleni saKhe sokunene. Uzuko malube kuYe, Ungentla kwazo zonke izinto abazayamanisa naYe.
68. Ke kaloku iXilongo liya kuvuthelwa, baze bonke abasemazulwini nabasemhlabeni bawe, bafe, ngaphandle kwalowo uAllâh Athandileyo. Liya kuvuthelwa okwesibini, yabona, baya kuma bejongile.
69. Nomhlaba uya kubengezela kukukhanya kweNkosi yawo, ize iNcwadi ibekwe (ivuliwe), baze abaProfeti namangqina baziswe ngaphambili, kuze kugwetywe phakathi kwabo ngokusenyanisweni, yaye abayi kwenziwa bugwenxa.
70. Ke kaloku umntu ngamnye uya kuhlawula ngokugcweleyo ngako akwenzileyo. Yaye (uAllâh) Ukwazi kakuhle abakwenzayo.

Icandelo 8

71. Kananjalo bona abo bangakholwayo baya kuqhutyelwa esiHogweni bengamaqela, de bafike kuso, amasango aso aya kuvulwa, ke kaloku abagcini baso baya kuthi, “Azanga abaThunywa bafike kuni na bephuma kwakuni, benicengcelezela iiVesi zenkosi yenu (uAllâh), benilumkisa ngale ndibano yaleMini yenu na?” Baya kuthi bona, “Ewe,” Kodwa lona ilizwi lesohlwayo liya kuthetheleleka ngokuchasene nabangakholwayo.

72. Kuya kuthiwa (kubo), “Ngenani ke emasangweni esiHogo, nihlale apho. Inene, hayi ububi bekhaya lezikhukhumali.
73. Ke bona abo bayoyikayo iNkosi yabo baya kukhokelelwa eMyezweni bengamaqela, de bafike kuwo, amasango awo aya kuvulwa, ke kaloku abagcini bawo baya kuthi, “Salâmun ‘alaykum (uxolo malube nani), nenze kakuhle, ngenani ke ngoko nihlale apho ngaphakathi.”
74. Ke kaloku baya kuthi, “Ukudunyiswa kokuka-Allâh, Ozalisekise isithembiso saKhe, Wasenza saba ziindlalifa zeli lizwe, singahlala ePaladesi naphi na apho sithande khona, onjani ukuba mhle wona umvuzo wabasebenzi (bokulungileyo).
75. Kananjalo uya kuzibona iingelosi zingqonge iTrone (ka- Allâh) macala onke, zizukisa iindumiso zeNkosi yazo (uAllâh). Ke kaloku zonke (izidalwa) ziya kugwetywa ngenyaniso yaye kuya kuthiwa, “Ukudunyiswa kokuka-Allâh, iNkosi uMlondolozi wamaphakade.

ISahluko 40
GHÂFIR (UMXOLELI) 40

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Hâ, Mîm.
2. IsiTyhilelo seNcwadi (i'Kur'ân) sivela kuAllâh, uSobunganga, uSolwazi.
3. UMxoleli wezono, uMamkeli wenguquko, Owohlwaya kabuhlungu, UMnini ndyebo, akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, kukuYe apho kuza kubuyelwa khona.
4. Akukho bani uyiphikayo imiqondiso ka-Allâh ngaphandle kwabo bangakholwayo, ngoko ke wena ungakhohliswa yintshukumo yabo ezweni lonke.
5. Abantu bakwaNûh baphika ngaphambili kunabo nabangakholwayo emva kwabo, ukanti sizwe ngasinye saba nenjongo (yokwenza iyelenqe) ngokuchasene noMthunywa waso, ngenjongo yokumhlasela, kananjalo baphikisana (ngokusebenzisa) ubuxoki (bezama) ukutshitshisa inyaniso. Ndabahlasela ke, (sabasibi) kanjani ke isohlwayo saM!
6. Lasebenza ngolo hlobo ke ilizwi leNkosi yakho kwabo bangakholwayo yaba kukuba bona baya kuba ngamadlelane oMlilo.
7. Ezo (ngelosi) zithwala iTrone nezo ziyingqongileyo zizukisa (uAllâh) ngendumiso yeNkosi yazo yaye ziyakholwa kuYe zicelela noxolo abo bakholwayo, (zisithi), "Nkosi yethu Wena Ugubungele izinto zonke ngenceba yakho nolwazi, xolela abo baguqukileyo, balandela iNdlela yaKho, Ubakhusele kananjalo kwisohlwayo soMlilo wesiHogo.
8. Nkosi yethu bangenise eMiyezweni yokuhlala naphakade owabathembisa ngayo bona, nabani na owayengumenzi

wobulungisa kooyise babo, kubalingane babo nakubantwana babo. Inene nguWe uSobunganga, uSobulumko.

9. Ubakhusele kananjalo kwiziphumo ezingcolileyo (zezenzo zabo). Ke kaloku lowo Umkhuselayo ekungcoleni kweziphumo zaloo Mini Uya kuba Umenzele inceba, yaye oko yiyona mpumelelo inkulu."

Icandelo 2

10. Inene abo bangakholwayo kuya kuthethwa kuthiwe kubo, "Inkcaso ka-Allâh kuni yayingaphezulu kunokuchasana kwenu ukanti nanimenyiwe kodwa nina anakholwa."
11. Baya kuthi, "Nkosi yethu, Wasenza asabi nabomi kabini, Wasinika ubomi kabini, yaye siyazivuma izono zethu, ingaba ikhona na indlela yokuphuma?"
12. (Kuya kuthiwa kubo), "Oku kungenxa yokuba ngelixa uAllâh Wayethandazwa, (Enqulwa) Yedwa nina naye anakholwa, Kodwa kwathi kusakwayanyaniswa abanye kuYe nakholwa. (Ngoku) ke uMgwebo ngoka-Allâh Ophakamileyo, Omkhulu."
13. NguYe Onibonisa imiqondiso yaKhe, Athumele kuni imbonelelo ivela esibhakabhakeni. Kodwa akukho namnye oya kukhumbula ngaphandle kwalowo ubuyelayo (aguquke).
14. Ngoko ke wena, thandaza kuAllâh, unyaniseke kuYe enkolweni enokuba abangakholwayo bakuchase (kangakanani) na oko.
15. (Yena uAllâh) nguSobunganga, Ongentla kwayo (yonke) imimiselo, Umnini weTrone; Uphefumlela umyalelo waKhe kulowo Athandileyo kwizicaka zaKhe, ukuba alumkise ngeMini yendibano.
16. Mhla baziswa ngaphambili akukho nto emayela nabo iya kufihlakala kuAllâh. Lelikabani na lonke igunya naMhlanje? Lelika-Allâh, Omnye Ongaphikiswayo.

17. NaMhla umphefumlo ngamnye uya kuvuzwa ngoko wakusebenzelayo. Akuyi kubakho ntswela-bulungisa namhlanje! Inene uAllâh, Uyakhawuleza ukufaka embuzweni.
18. Balumkise (Muhammad), ngeMini esondelayo, xa iintliziyo ziya kuba semqaleni, (zixhalabile). Ke kaloku kubenzi bobubi akuyi kubakho mhlobo usenyongweni kungayi kubakho mthetheleli uya kuthotyelwa.
19. (UAllâh) Uyakwazi okukhohlisa amehlo (abo) noko kufihlwa zizifuba (zabo).
20. Kananjalo uAllâh Ugweba ngenyaniso, lo gama abo bathandaza kubo ngaphandle kwaKhe bengagwebi nganto. Inene uAllâh nguSokuva, uSokubona.

Icandelo 3

21. Abakhenkethanga na ehlabathini babone ukuba sabanjani na isiphelo sabo babandulelayo? Bona babebakhulu kunabo ngamandla nangenkangeleko elizweni, kodwa uAllâh Wabahlasela ngezono zabo. Abazanga babe namkhuseli kuAllâh.
22. Oko kwaba ngenxa yokuba abathunywa babo beza kubo nemiqondiso ecacileyo, kodwa abakholwa, Wabahlasela ke uAllâh. Inene Yena Unamandla, Wohlwaya kabuhlungu.
23. Kananjalo Sathumela uMûsâ nemiqondiso yeThu negunya elicacileyo.
24. KuFir'awn, uHâmân no'Kârûn, kodwa bona bathi, "Yena (uMûsâ) ngumenzi wemilingo nexoki."
25. Ekufikeni kwakhe nenyaniso kubo evela kuThi, bathi bona, "Bulalani oonyana babo bakholwa kunye naye, nigcine abasetyhini babo bephila." Kodwa icebo labangakholwayo alinto yanto ngaphandle kokuba kukulahleka.

26. Ke kaloku uFir'awn wathi, "Ndiyekeni ndimbulale uMûsâ yena abize eNkosini yakhe. Inene mna ndoyikisela ukuba uya kuyijika inkolo yenu kungenjalo enze ubutshinga[1] emhlabeni."
27. Kodwa uMûsâ wathi yena, "Inene mna ndicela ukhuseleko ngeNkosiyam EkwayiNkosi yenu ngokuchasene naye nabani na osisikhukhumali ongakholwayo kwiMini yamatyala."

Icandelo 4

28. Ke kaloku indoda ekholwayo yakuloFir'awn eyayilufihlile ukholo lwayo, yathi, "Ingaba uza kubulala indoda ngenxa yokusuka ithi, "INkosi yam nguAllâh", lo gama ikunike imiqondiso ecacileyo evela eNkosini yenu? Ukanti ke ukuba iyaxoka, siya kuba phezu kwayo isiphumo sokuxoka kwayo, kodwa ukuba kuthe kanti ithetha inyaniso, kuya kukuthwaxa okuyinxalenye yoko ikuthembisa ngako. Inene uAllâh Akamkhokeli lowo ungumgabadeli nolixoki.
29. Hini na bantu bakuthi, ulawulo lolwenu namhlanje elizweni. Kodwa ke ngubani na oza kusikhusela kwisohlwayo sika- Allâh sakufika kuthi?" UFir'awn wathi, "Mna andinibonisi nto ngaphandle kwale ndiyibonayo, yaye andinikhokeleli ntweni ngaphandle (kokunikhokelela) kokulungileyo."
30. Wathi kananjalo lowo wayekholwa (kuMûsâ), "Hini na bantu bakuthi, inene ndiyanoyikisela kokuza kunihlela okunjengoko kwehla ngemini yamadlelane[2].
31. Njengesehlo sabantu bakwaNûh nabakwa-'Ad nabakwaThamûd nabo basemveni kwabo. Kanti ke uAllâh Akanqweneli (kwenza) ntswela bulungisa kwizicaka zaKhe.

1 Ukwenza ubutshinga kule ndawo (40:26) kuthetha ukusasaza uvukelo, imfazwe yobukhaya, nezidubedube njl-njl.
2 Amadlelane (40:30) ngabantu abavanayo abasebenzisanayo kodwa ngokwale Vesi ngabantu bezizukulwana ezatshatyalaliswayo ngenxa yokuphikisana nabaProfeti bazo.

32. Kananjalo hini na bantu bakuthi, inene mna ndiyanoyikisela kwiMini yokuBizwa.
33. Mini leyo niya kuphethuka nibaleke; akukho mkhuseli ninaye kuAllâh, yaye lowo uAllâh Amyekele ekulahlekeni akukho bani uya kumkhokela.
34. Kananjalo inene uYûsuf weza kuni, mandulo, enemiqondiso ecacileyo, kodwa nina anizanga nipheze ukukuthandabuza oko weza nako kuni, wada wafa, naqala nina nathi, "Akukho Mprofeti uAllâh Aya kumthumela emveni kwakhe. Wenza njalo ke uAllâh ukukhokelela ekulahlekeni lowo ungumenzi wobubi nalowo uthandabuza izilumkiso zika-Allâh.
35. Abo baphikisanayo ngeeVesi zika-Allâh bengenamagunya afikileyo kubo, oko kulihlazo kwaye kuchaseke kakhulu kuAllâh nakwabo bakholwayo. Uyitywina kanjalo ke intliziyo yakhe wonke ubani osisikhukhumali, ongumcinezeli.
36. Ke kaloku uFir'awn wathi, "Hini na Hâmân! Ndakhele ibhotwe eliphakamileyo ukuze ndikwazi ukuba neendlela.
37. "Iindlela (zokufikelela) emazulwini, ndikwazi nokuba ndibone uThixo kaMûsâ: kodwa inene mna ndimcingela ukuba (uMûsâ) lixoki." Kwenziwa kwabonakala kulungile emehlweni kaFir'awn ukungcola kwezenzo zakhe yaye waye wathintelwa ukuba angangeni eNdleleni elungileyo; kananjalo icebo likaFir'awn alizanga likhokelele ntweni ngaphandle kwelahleko nentshabalalo.

Icandelo 5

38. Ke kaloku yena lowo wakholwayo wathi, "Hini na bantu bakuthi landelani mna; ndiya kunikhokelela eNdleleni yezenzo ezilungileyo.
39. Hini na bantu bakuthi, ubomi beli hlabathi abunto yanto ngaphandle kokuba lulonwabo lwethutyana, ke bona uBomi Belizayo, inene, bona likhaya lokuhlala lanaphakade.

40. Nabani na lowo wenza isenzo sokungcola akayi kubuyekezwa nganto yimbi ngaphandle kokufana noko (kubi akwenzileyo) kodwa yena lowo wenza okulungileyo, enokuba ngoyindoda na okanye ngowasetyhini, abe elikholwa, abo baya kungeniswa eMyezweni, banikwe isixhaso (sabo) apho ngaphandle komlinganiselo.
41. Kananjalo Hini na bantu bakuthi kwenzeka njani na ukuba ndithi ndinimemela elusindisweni nibe nina nindimemela eMlilweni?
42. Nina nindimemela ekubeni ndingakholwa kuAllâh nasekubeni ndayamanise endingenalwazi ngako kuYe, Mna ke ndinimemela kuSobunganga, uMxoleli.
43. Oko nina nindimemela kuko akunayo (impendulo) xa kucelwa (kuko) kweli hlabathi nakwelizayo; ukanti kukuAllâh apho ukubuyela kwethu kukhoyo yaye inene abagabadeli baya kuba ngamadlelane oMlilo.
44. Kanti ke niya kukukhumbula endikutshoyo kuni, yaye ndibeka ithemba lam kuAllâh. Inene uAllâh nguMjongi wezicaka zaKhe!
45. Ke kaloku uAllâh Wamkhusela kumayelenqe angcolileyo ababewaqulunqile baza abantu bakwaFir'awn bagutyungelwa ngesona sibi isohlwayo.
46. UMlilo; bagagana nawo ekuseni nangokuhlwa[3]. Kanti ngoMhla wokuvela kweYure, (kuya kuthiwa), "Phosani (phakathi eMlilweni) abantu bakwaFir'awn bangene kwesona sohlwayo sibuhlungu."
47. Yabona! Baya kuphikisana phakathi eMlilweni, ababebuthathaka baya kuthi kwabo babekhukhumele, "Inene thina sasingabalandeli benu, ingaba niza kusiphumza, nithabathe (esenu) isabelo soMlilo na?"

3 Oku (40:46) kuthetha ukuba bahlangana nomlilo ngethuba babesifa yaye oko kuya kuba njalo kude kube yiMini yoVuko xa beza kuphinda baqhutyelwe kuwo.

48. Abo babekhukhumele baya kuthi, “Inene, sisonke sikuwo nathi Inene uAllâh Ugwebile phakathi kwezicaka zaKhe.”
49. Abo baseMlilweni baya kuthi kubagcini besiHogo, “Celani eNkosini yenu ukuba isinciphisele ngemini enye kwisohlwayo.”
50. Baya kuthi, “Akuzanga kufike baThunywa nemiqondiso ecacileyo na kuni? Baya kuthi bona,

“Ewe.” Baya kuphendula, “Ziceleleni nina (ngokwenu) kodwa isicelo sabangakholwayo asinto yanto ngaphandle kokuba kukulahleka”

Icandelo 6

51. Inene Thina Siya kubenza babe noloyiso abaThunywa bethu nabo bakholwayo ngoku besesemhlabeni kanti nangeMini amangqina aya kumiswa
52. NgeMini ukuzithethelela kwabo kungayi kubanceda abenzi bobugwenxa, yaye baya kuba nesiqalekiso, nelona khaya lakha lalibi (esiHogweni).
53. Kananjalo Thina Sanika uMûsâ isiKhokelo Senza aBantwana bakwaSirayeli baba ziindlalifa zesiBhalo.
54. Ukuba sibe sisiKhokelo nesikhumbuzi kwabo bangabokuqiqa.
55. Ngoko ke wena (Muhammad) yiba nomonde, inene isithembiso sika-Allâh siyinyaniso, ucele itarhu lesono[4] sakho, uzukise (uAllâh) ngendumiso yeNkosi ngokuhlwa nasekuseni.
56. Inene abo baphikisanayo ngokuphathelene nemiqondiso ka-Allâh bengenagunya lifikileyo kubo – akukho nto ezifubeni zabo ngaphandle kwenkukhumalo (bona ubuProfeti) asokuze babufumane. Ke wena funa ukhuseleko ngoAllâh, inene yena nguYe OnguSokuva, uSokubona.

4 Apha (40:55) kuthethwa ngempazamo kuba abaProfeti baka-Allâh abasenzi isono. Kananjalo oku kukwathetha ukuba amakholwa makacele itarhu kuAllâh xa enze izono njengoko wona engengobaProfeti.

57. Ukudalwa kwamazulu nomhlaba kukhulu ngenene kunokudalwa kwabantu: kodwa uninzi lwabantu alwazi
58. Kanti ke abalingani abaziimfama nababonayo, (bengalingani kananjalo) abo bakholwayo, benza ubulungisa nabo benza ukungcola, kuncinane enikuqaphelayo.
59. Inene iYure iyeza yona, akukho ntandabuzo ngayo, kodwa abantu abaninzi abakholwa.
60. Ke kaloku iNkosi yakho Ithi, "Cela kuM; Ndiya kukuphendula Mna. Inene abo bakucekisayo ukunqulwa kwaM baya kungena esiHogweni bedelekile."

Icandelo 7

61. NguAllâh Owanenzela ubusuku ukuze niphumle ngabo nemini (ukuba) ininike ukubona. Inene uAllâh nguMnini-Bubele eluntwini. Kodwa uninzi lwabantu alunambulelo.
62. NguAllâh ke loWo, iNkosi yakho, uMdali wezinto zonke; akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, kanti nimfamekiseke njani na?
63. (Nabangaphambili) kunani baya bamfamekiseka ngolo hlobo, besala iiVesi zika-Allâh.
64. NguAllâh Onenzele umhlaba waba yindawo yokuzinza nesibhakabhaka saba luphahla, Wanibumba, Wanifezekisela izimo zenu Wanibonelela ngezinto ezilungileyo. NguAllâh ke loWo, iNkosi yenu; Usikelelekile uAllâh iNkosi, uMlondolozi wamaphakade."
65. Yena Uphila ngonaphakade, akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, ngoko ke thandazani kuYe, ninyanisekile kuYe enkolweni, ukudunyiswa kokuka-Allâh iNkosi yamaphakade.
66. Yithi (Muhammad), "Inene mna ndalelwa ukuba ndinqule abo nibanqulayo ngaphandle koAllâh, nje ukufika kwemiqondiso evela eNkosini yam, kwaye mna ndiyalelwe ukuba ndizinikele eNkosini yamaphakade."

67. Nguye Owanidalayo ngothuli, emva koko ngeqabaza lembewu yomntu, emva koko ngehlwili elinamathelayo; emva koko Unikhuphela ngaphandle niziintsana, Aphinde Aniphucule, nibe namandla, Niphinde nibe ngamaxhego. Ukanti phakathi kwenu kukho abo bathatyathwa bafe phambi (koko) khona ukuze nifikelele kwithuba elithile; khon' ukuze niqiqe.
68. NguYe Onika ubomi Enze ukufa; Xa Emisela into Usuka Athi kuyo, "Yibakho", ibekho.

Icandelo 8

69. Akubaboni na ukuba baphambuke njani na abo baphikisana nemiqondiso ka-Allâh?
70. Abo bayiphikayo iNcwadi (i'Kur'ân) noko Sakuthumela abaThunywa beThu baza kwazi,
71. Xa amakhamandela ebathandele ezintanyeni zabo namakhonkco; baya kurhuqwa
72. Emanzini abilayo; naseMlilweni baya kuhlohlwa (amadangatya oMlilo eziswini zabo).
73. Kuze kuthiwe kubo, "Baphi na abo nanidla ngokubayamanisa njengamahlulelane (kuAllâh)
74. bengengo-Allâh?" Baya kuthi bona, "Basishiyile: gxebe, asizanga sinqule nto thina ngaphambili," Ubalahlekisa ngolo hlobo ke uAllâh abangakholwayo.
75. (Iingelosi ziya kuthi), "Oko kwaba ngenxa yokuba nina nanizikhukhumalisa emhlabeni ngokungekho lungelweni yaye naniziphethe ngempakamo.
76. Ngenani ke emasangweni esiHogo nihlale apho ngonaphakade, hayi ukungcola kwendawo yokuhlala izikhukhumali!"
77. Ngoko ke wena (Muhammad) yiba nomonde; inene isithembiso sika-Allâh siyinyaniso. Enokuba Singakubonisa inxalenye yoko Sibathembise kona okanye Sikuthabathe wena ngokufa, kukuThi apho baza kubuyiselwa khona.

78. Ke kaloku Sanithumela abaThunywa ngaphambi kwenu. Phakathi kwabo kukho abo (iimbali zabo) sele Sikubalisele ngazo, kuze phakathi kwabo kubekho abo (iimbali zabo) Singakubaliselanga ngazo. Kananjalo yayingekokwakhe nawuphi na uMthunywa ukuba eze nomqondiso (okanye iVesi) ngaphandle kwemvume ka-Allâh. Ngoko ke xa umyalelo ka-Allâh ufika uya kufezekiswa ngenyaniso baze abaqambi bobuxoki balahlekelwe.

Icandelo 9

79. NguAllâh Owanenzela izilwanyana ezidla ingca, eniziqabelayo, ukanti ezinye zazo niyazidla.
80. Ukanti kwalapho kuzo nineenzuzo (ezizezinye) kanti kwalapho kuzo nifezekisa iimfuno ezisezifubeni[5] zenu, ukanti zona neenqanawa ziyanithwala.
81. Ke kaloku Yena Unibonise iivesi zaKhe ngoko ke ziziphi ezi vesi zikaka-Allâh niziphikayo?
82. Kanti abakahamba-hambi na ehlabathini babone ukuba sabanjani na isiphelo sabo babandulelayo? babebaninzi ngakumbi kunabo, benamandla nomfaneleko ngakumbi kunabo ehlabathini, kodwa azanga bancedakale koko bakusebenzelayo.
83. Kananjalo ukufika kwabaThunywa babo kubo nobungqina obucacileyo, (basuka) bagutyungelwa koko babekugculela.
84. Ke kaloku bakubona isohlwayo seThu, bathi, “Sikholwa kuAllâhYedwa thina, asikholwa koko besikade sikwayamanisa naYe.”
85. Kodwa aluzanga ukholo lwabo lubancede (nto), ukubonana kwabo nesohlwayo seThu. (Sona) yindlela eyamiselwayo

5 Oku (40:80) kuthetha ukuba siyazisebenzisa izilwanyana ukuba zisithwalele imithwalo ziyise kwiindawo ezikude ngokweemfuno zethu.

ka-Allâh Aqubisana ngayo nezicaka zaKhe. Apho ke abangakholwayo balahlekelwa (yinto yonke).



ISahluko 41
FUSSILAT (EZICHAZWA NGENGCOMBOLO) 41

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Hâ Mîm.
2. (Esi siTyhilelo) sivela (kuAllâh), uSolubabalo, uSozinceba.
3. INcwadi eVesi zayo zichazwe ngengcombolo, i'Kur'ân yesiArabhu kubantu abanolwazi.
4. Ingumniki weendaba ezivuyisayo ikwangumlumkisi; kodwa abaninzi kubo bayatshikila, ngoko ke abeva.
5. Kananjalo bathi, "Iintliziyo zethu ziphantsi kwezigqubuthelo malunga noko usimemela kuko, yaye ezindlebeni zethu kukho ubuthulu, kunjalo nje phakathi kwethu nani kukho umsantsa, ngoko ke sebenza wena nathi siyasebenza."
6. Yithi (Muhammad), "Mna ndingumntu njengani ekutyhilwe kuye okokuba uThixo wenu nguThixo oMnye; ngoko ke thabathani iNdlela ethe Ngqo eya kuYe, nicele itarhu kuYe. Kananjalo yeha kwabo bayamanisa abanye kuAllâh.
7. Abo banganikeliyo nge*Zakâh*, bona kuBomi belizayo abakholwa.
8. Inene bona abo bakholwayo, benze izenzo ezilungileyo okwabo ngumvuzo ongenakuphazamiseka.

Icandelo 2

9. Yithi, "Ingaba ngenene anikholwa kuloWo Wadala umhlaba ngeentsuku ezimbini, nayamanisa (abanye kuYe) nithi bayalingana naYe? Leyo yiNkosi yamaphakade!
10. Yena Wabeka kuwo (umhlaba) iintaba zema ngokuqinileyo phezu kwawo, Wathoba iintsikelelo phezu kwawo, Wenza

umlinganiselo wezinto zonke, Wabonelela (izidalwa) zawo ngesixhaso ngeentsuku ezine ezilinganayo kwabo babuzayo.

11. Waza Yena Wanyukela ngasezulwini lo gama lalingumsi Wathi kulo nasemhlabeni, “Yibanikho, nithanda okanye ningathandi.” Lathi (lona izulu nomhlaba), “Sizile (yaye sikho) sithanda.”
12. Ke kaloku Wawafezekisa (amazulu) angamazulu asixhenxe ngeentsuku ezimbini Waphefumlela izulu ngalinye umyalelo walo kananjalo Salihombisa izulu elikufutshane ngezibane (Ukuba zibe ngumhombiso) nokhuseleko. Lowo ngummiselo waKhe uSomandla, uSolwazi.
13. Ke kaloku ukuba bayatshikila, yithi wena (Muhmmad), “Mna ndinilumkisile ngokugqekreza kwezulu, okunje ngokugqekreza kwezulu okunjengo (kwahlela) ama-‘Ad namaThamûd.
14. (Oko kwenzeka) kusakuba kwakufike abaThunywa kubo, phambi kwabo nasemva kwabo, (besithi), “Musani ukunqula nto ngaphandle koAllâh.” Bathi bona (abangakholwayo), “Ukuba iNkosi yethu Ibithandile, ngeYithumele iingelosi, inene thina koko nikuthunyiweyo asikholwa.”
15. Abakwa-‘Âd bona babekhukhumele emhlabeni ngokungekho lungelweni, besithi, “Ngubani na onamandla kunathi?” Babengayicingi na bona into yokuba uAllâh Owabadalayo Wayenamandla kakhulu kunabo? Kodwa bona baye bazala iivesi zeThu.
16. Thina Sathumela umoya otswinayo ngeemini zeshwangusha ukubenza bangcamle isohlwayo sehlazo kobu bomi; kodwa sona isohlwayo selizayo sihlazisa ngakumbi yaye abayi kuncedwa.
17. AbakwaThamûd, bona Sabakhokela, kodwa bakhetha ubumfama ngaphezu kwesiKhokelo, ngoko ke isithonga sezulu esisisohlwayo esinyelisayo sabahlasela ngoko bakwenzayo.
18. Ke kaloku Sabasindisa abo bakholwayo, bamoyikayo uAllâh.

Icandelo 3

19. (Bachazele Muhammad) nangeMini iintshaba zika-Allâh ziya kudityaniswa eMlilweni lo gama baya (kuqhutyelwa kuwo) bengamaqela aya kuba ngemigca.
20. De bafike kuWo (uMlilo), ukuva kwabo (iindlebe), ukubona kwabo nezikhumba zabo ziya kungqina ngokuchasene nabo ngoko bakwenzayo.
21. Baya kuthi kwizikhumba zabo, "Kutheni na ningqina ngokuchasene nathi nje?" Ziya kuthi zona, "Senziwe okokuba sithethe, nguAllâh Owenze yonke into yathetha. Yena Wanidala okokuqala, (ngoko ke) nibuyiselwa kuYe.
22. Ke kaloku nina naningazigqumi (nenzele) ukuba hleze ukuva kwenu kungqine ngokuchasene nani okanye ukubona kwenu okanye izikhumba zenu, koko nina naye nacinga ukuba uAllâh Akakwazi okuninzi enikwenzayo.
23. Ezo ke yayiziingcinga zenu enazicingayo ngeNkosi yenu. Zinifake entshabalalweni ke (ngoku), yaye nisuke naba ngabanye babalahlekelwa."
24. Kanti ke nokuba bangaba nomonde, uMlilo yindawo yabo yokuhlala; naxa becela ukuzicengezelela (kuAllâh), abayi kuba ngabanye babo bavunyelwayo ukuba bazicengezelele.
25. Ke kaloku Sabanyulela abahlobo abenza okungaphambili (kwamehlo) abo kwaba nomtsalane nokwakungemva kwabo (kusisono), ke lona ilizwi (lommiselo) liyasebenza kwizizwe ezadlulayo ngaphambi kwabo kwii*jinni* nakubantu. Inene bona bonke baba ngabalahlekelwa.

Icandelo 4

26. Abo bangakholwayo bathi, "Musani ukuyiphulaphula le 'Kur'ân yaye thethani ngengxolo xa (icengcelezwayo) mhlawumbi niya kuba noloyiso."

27. Kodwa Thina inene Siya kwenza abo bangakholwayo bangcamle isohlwayo esibuhlungu, kwaye Siya kuba buyekeza ngokwenene ngoko kubi bakwenzayo.
28. Le yimbuyekezo yeentshaba zika-Allâh, uMlilo. Elabo ikhaya lanaphakade (liya) kuba phakathi (eMlilweni) apho njengembuyekezo yoko kuziiVesi zeThu bazalayo.
29. Kananjalo abo bangakholwayo baya kuthi, "Nkosi yethu, sibonise abo basilahlekisayo kwii*jinni* nabantu (ukuze) sibabeke phantsi kweenyawo zethu, babe kunye nabo bangaphantsi."
30. Inene abo bathi (kwangaphambili), "INkosi yethu nguAllâh, bahlala eNdleleni elungileyo iingelosi ziya kuhla phezu kwabo, (zisithi), "Ningoyiki ninganxunguphali koko yamkelani iindaba ezivuyisayo zePaladesi enanithenjiswe ngayo.
31. Thina (zingelosi) sasingamadlelane enu kubomi basemhlabeni. Yaye nina niya kufumana konke oko kunqwenelwa yimiphefumlo yenu, yaye niya kukufumana konke apho enikucelayo.
32. UbuBele obuvela (kuYe) uMxoleli, uSozinceba."

Icandelo 5

33. Ngubani na ontetho yakhe ilunge ukugqitha lowo umemela kuAllâh, enze okulungileyo, athi, "Inene mna ndingomnye wamaMuslim."
34. Azifani izenzo ezilungileyo nezimbi. Guzula (okungcolileyo) ngokulungileyo; kulapho kanye lowo phakathi kwakho naye kukho ubutshaba aza kuba ngathi ngumhlobo wakho osenyongweni.
35. Kodwa ke akukho bani ukuphiwayo oko ngaphandle kwabo banomonde, akukho bani ukuphiweyo oko ngaphandle kwalowo unethamasanqa elikhulu.

36. Kekaloku xa ufikelwa yingcebiso engcolileyo ivela kuShaytân; cela ukhuseleko ngoAllâh. Inene Yena nguSokuva, uSolwazi.
37. Phakathi kwemiqondiso yaKhe kukho ubusuku nemini, ilanga nenyanga, ke wena uze ungaqubudi elangeni nokuba kusenyangeni na, koko wena qubuda kuAllâh, Owazidalayo, ukuba nguYe omnqulayo wena.
38. Ukuba bakhukhumele (abangakholwayo); ke abo basondeleyo eNkosini yakho bona (iingelosi) bayaMzukisa (uAllâh) ubusuku nemini yaye abadinwa.
39. Kananjalo phakathi kwemiqondiso yaKhe kukuba uye uwubone umhlaba uludlolo, kodwa Sisakuthulula imvula phezu kwawo, uvuseleleke ukhule (uhlaza) Inene, Yena loWo Uwunika ubomi, inene Uyakwazi ukunika ubomi kwabafileyo. Inene Yena Unamandla ngaphezu kweento zonke .
40. Inene abo bafakela ukuphambuka kwiiVesi zeThu abafihlakelanga kuThi, Ingaba lowo uphoswe eMlilweni ungcono okanye ngulowo uya kubuya esindile na ngoMhla woVuko? Yenzani enikuthandayo, inene Yena Uyakubona oko nikwenzayo.
41. Inene abo bangakholwayo kwinkumbuzo (i'Kur'ân) emveni kokuba ifikile kubo (baya kuzuza isohlwayo) kananjalo inene yona iyiNcwadi enamandla.
42. Ubuxoki abunakusondela kuyo, enokuba buvela ngaphambili kuyo okanye ngemva kwayo na; isisiTyhilelo esivela kuYe OsiSilumko, Wokudunyiswa.
43. Akukho nto ethethwayo kuwe (Muhammad) engazanga ithethwe kubaThunywa abakwandulelayo, Inene iNkosiyakho nguMnini kuxolela IkwanguMnini sohlwayo esibuhlungu.
44. Ke kaloku ukuba ngaba beSiyenze yaba yi'Kur'ân ngolunye ulwimi[1] bebeza kuthi, "Kutheni na iiVesi zayo zingacaciswanga ngengcombolo (ngolwimi lwethu) nje? Sisicengcelezo

1 Ukuba yi'Kur'ân yasemzini (41:44) kuthetha ukuthi ulwimi lwasemzini ngamanye amazwi i'Kur'ân engekho ngolwimi lwesiArabbhu.

sasemzini na (esi) nomProfeti ongumArabhu kusini na?" Yithi wena, "(Le 'Kur'ân) sisiKhokelo nokuphilisa kwabo bakholwayo, ke bona abo bangakholwayo ezindlebeni zabo kukho ubuthulu, yaye banobumfama (emehlweni abo); Bona abo (beva kaluzizi ngathi) babizwa kwindawo ekude.

Icandelo 6

45. Kananjalo Sanika uMûsâ isiBhalo, kodwa kwabakho ukuphikisana ngaso. Ke kaloku ukuba kwakungekho ngenxa yelizwi (lommiselo) elalisele liphumile livela eNkosini yakho kwangaphambili, ngekuba umcimbi sele wagqitywa phakathi kwabo. Kodwa inene bona baneentandabuzo ngayo (i'Kur'ân).
46. Nabani na lowo wenza okulungileyo wenzela umphefumlo wakhe; nabani na lowo wenza okungcolileyo (ukwenza oko) ngokuchasene naye. Ke Yona iNkosi yakho Ayinantswela-bulungisa kwizicaka zaYo.
47. KukuYe kuphela apho ulwazi lweYure lulindelekileyo. Kananjalo iziqhamo aziphumi kumaqokobhe azo, kungekho mazi izalayo ingazali ngolwazi lwaKhe. Ke kaloku ngeMini Aya kukhwaza kubo (Athi), "Aphi na amahlulelane aM?" Baya kuthi bona, "Thina sikwazisa ukuba akusekho naliphi na ingqina phakathi kwethu[2]" (elazi loo nto).
48. Abaya kunyamalala kubo ngabo babedla ngokucela kubo ngaphambili, yaye baya kuba besazi ngokuqinisekileyo okokuba abayi kuba nandawo yakuphuncula (esohlwayweni sika-Allâh).
49. Umntu akadinwa kukuthandaza acele (izinto) ezilungileyo, kodwa esakuchukunyiswa kokubi, ulahlekelwa lithemba athi khulubembe.

Isiqendu 25

2 Baya kuvuma bangqine okukuba akukho namnye phakathi kwabo ongakungqinela (41:47), akuxhase ukunqulwa kwezithixo, izinyanya njalo - njalo.

50. Ze kuthi xa Simenze wangcamla inceba evela kuThi emva kwenkxwaleko ebikhe yamfumana, asuke athi, “Oku kuziimfanelo zam, yaye andiqondi ukuba iYure iya kuhla kanti naxa ndibuyiselwa eNkosini yam, inene okwam okukuYo kuya kuba kokona kulungileyo.” Kodwa Thina Siya kubaxelela abo babengakholwa ngoko bakwenzayo, kwaye Siya kubenza bangcamle isohlwayo esikhulu.
51. Kananjalo Sithi Sisakubonelela umntu ngobuBele, asuke atshikile, achaselele phayaa; kodwa esakufunyanwa bububi aqale enze imilembelele emide yemithandazo[3].
52. Yithi, “Niyayibona na ukuba le ‘Kur’ân ivela kuAllâh kodwa anikholwa kuyo, ngubani na olahleke ngakumbi ukugqitha lowo usekuphikiseni (icebo lika-Allâh)?
53. Siya kubabonisa imiqondiso yeThu ke elundini nakubo buqu kude kucace kubo ukuba (i‘Kur’ân) iyinyaniso. Kanti akwanelanga na ukuba (nazi) ngeNkosi yenu ukuba Yona IliNgqina ngaphezu kweento zonke?
54. Yeha, basezintandabuzweni ngendibano neNkosi yabo, yeha Yona Irhangqele izinto zonke.

3 Imithandazo emide (41:51) ziidu‘a okanye izicelo.

ISahluko 42
ASH-SHÛRA (IMBONISWANO) 42

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Hâ-Mim.
2. ʻAyn,-Sîn-ʻKâf
3. Utyhile ngolo hlobo ke kuwe (Muhammad) nakwabo bangaphambili kunawe uAllâh, uSobunganga, uSobulumko.
4. KokwaKhe okusemazulwini nokusemhlabeni, kwaye Uphakamile Yena, Mkhulu.
5. Amazulu aphantsela ukucandeka emantla kwawo kanti neengelosi zizukisa (uAllâh) ngendumiso yeNkosi yazo, zicelela abo basemhlabeni itarhu. Inene nguAllâh OnguMxoleli, uSozinceba.
6. Bona abo bazithabathela abakhuseli abangabanye ngaphandle kwaKhe, uAllâh UsenguMlondolozi wabo, ke wena (Muhammad) akungomlawuli wabo.
7. Ngoko ke Thina Sityhile iʻKurʻân yesiArabhu khona ukuze ulumkise uNozala wezixeko (iMakkah) nezo (zixeko) zimngqongileyo, ulumkise kananjalo ngeMini yeNdibano, ekungekho ntandabuzo ngayo. Elinye iqela liya kuba sePaladesi lize elinye iqela libe seDangatyeni.
8. Ukanti ukuba uAllâh Ebethanda, Ebengabenza babe kwiNkolo enye, kodwa ke Yena Ungenisa lowo Athande ukumngenisa kwiNceba yaKhe. Bona ke abenzi bobubi abanamkhuseli bengenaye namncedi.
9. Makube mhlawumbi bazithabathele bakhuseli bambi ngaphandle kwaKhe? Kodwa uAllâh Yena nguMkhuseli, yaye Unika ubomi kwabafileyo, ukanti Yena Unamandla ngaphezulu kunezinto zonke.

Icandelo 2

10. Ke kaloku nantoni na eningangqinelaniyo ngayo isigwebo sayo sibhekiseni kuAllâh. (Yithi), “Lowo nguAllâh, iNkosi yam; kukuYe apho ndithembele khona, kukuYe nalapho ndiza kubuyela khona.”
11. UMdali wamazulu nomhlaba, Wanenzela abalingane benu Ebakhupha kwiziqu zenu, nezilwanyana eziyimfuyo yenu Wazenzela abalingane bazo, Aze ngale ndlela Anandise, akukho nto ifana naYe, yaye Yena nguSokuva, uSokubona.
12. ZezaKhe izitshixo zamazulu nomhlaba, Wandisela, isixhaso lowo Athandileyo Aze Amenzele umlinganiselo wakhe, Inene Yena Unolwazi ngaphezu kweento zonke.
13. Yena Umisele kwinkolo yenu oko Wakuyalela uNûh noko Sikutyhile kuwe (Muhammad), noko Sakuyalela kuIbrâhîm noMûsâ no‘Îsâ ukumisela inkolo, hayi ukwenza iyantlukwano kuyo. Okunzima kwabo bayamanisa abanye kuAllâh koko ubamemela kuko. uAllâh Uzikhethela lowo Athande ukuzikhethela yena, Akhokelele kuYe lowo ubuyela kuYe (ngenguquko).
14. Ke kaloku abazanga babe neyantlukwano de kwaba semva kokufika kolwazi kubo ngenxa yomona nobutshaba phakathi kwabo. Yaye ukuba kwakungekho ngenxa yelizwi esele laphumayo livela eNkosini yakho (ukulibazisa ukufika kwesohlwayo) kude kube lixesha, elimisiweyo, umcimbi ngowusele wagqitywa kudala phakathi kwabo. Kananjalo inene abo babenikwe ilifa lesiBhalo emva kwabo mayela naso baba neentandabuzo ezimandla[1].
15. Ngoko ke wena memela abantu kuloo (nkolo ka-Allâh) uhlale useNdleleni ethe Tye njengoko uyalelwe, ungalandeli (izinto) abakekelele ngakuzo koko wena yithi, “Mna ndikholwe koko

1 Ababenikwe ilifa lesiBhalo (42:14) ngamaYuda namaKhristu abathi kamva baphikisana, baqhekeka ababi lobandla linye.

kutyhilwe nguAllâh kwisiBhalo (i'Kur'ân), yaye ndiyalelwe ukuba ndenze ubulungisa phakathi kwenu. UAllâh yiNkosi yethu ekwayiNkosi yenu. Thina sinezenzo zethu nani ninezenzo zenu akukho ngxoxo phakathi kwethu nani. UAllâh Uza kusibuyisela (kuye) sonke yaye kukuye apho isiphelo sohambo sikhoyo."

16. Abo baphikisana (nabakholwayo) ngoAllâh emveni kokuba sele Amkelwe, ukuphikisa kwabo akunto yanto kwiNkosi yabo, yaye phezu kwabo kukho ingqumbo (yaKhe) kwaye okwabo sisohlwayo esibuhlungu.
17. NguAllâh Othumele iNcwadi ngenyaniso kunye nesikali (sokwahlula ubulungisa nentswela-bulungisa). Ingaba yintoni na enokwenza wazi? Mhlawumbi iYure sele ikufuphi.
18. Abo bangakholwayo kuyo abanamonde ngayo, kodwa bona abo bakholwayo bayayoyika, besazi okokuba iyinyaniso. Yeha abo bayiphikayo iYure basekulahlekeni kokwenene.
19. UAllâh UnobuBele kwizicaka zaKhe; Unika imbonelelo kulowo Athande ukumnika. Yaye Yena nguSomandla uSobunganga.

Icandelo 3

20. Lowo unqwenela isivuno soBomi oBuzayo Siyamandisela isivuno (somvuzo). Ke lowo unqwenela isivuno seli hlabathi Siyamnika sona eso, kodwa akayi kuba nasabelo kuBomi oBuzayo.
21. Okanye mhlawumbi banamahlulelane abayalele ukuba babe nenkolo uAllâh Anganikanga mvume ngayo? Ukuba bekungekho ngenxa yelizwi elicacileyo, ngowusele wagqitywa kudala umcimbi phakathi kwabo. Inene abenzi bobubi baya kufumana isohlwayo esibuhlungu.
22. Uza kubabona abenzi bobubi besoyika oko bakusebenzelayo yaye (isohlwayo sika-Allâh) siza kubahlela. Ke bona abo

bakholwayo baya kuba kumacandelo obumnandi ePaladesi, befumana yonke into abathande ukuyifumana phambi kweNkosi yabo. Oko koko kububuBele obukhulu.

23. Oko kukuba uAllâh Anike iindaba ezivuyisayo kwizicaka zaKhe ezikho lwayo zezenzo ezilungileyo.Yithi (Muhammad): "Andinihlawulisi nento le (ngalo myalezo) koko kukulunga kuphela kwizizalwana, kanti ke nabani na owenza isenzo esilungileyo Siya kumongezelela okulungileyo kuso apho. Inene uAllâh nguMxoleli, Uyabulela.
24. Okanye bathi, "(UMuhammad) uqambe ubuxoki ngoAllâh?" kodwa ukuba uAllâh Ebethanda Ebengasuka ayitywine intliziyo yakho, yaye uAllâh Uyabutshabalalisa ubuxoki Amisele inyaniso ngelizwi laKhe. Inene, Yena nguSolwazi woko kusezifubeni.
25. Nguye Owamkela inguquko kwizicaka zaKhe Axolele nezenzo ezigwenxa, yaye Uyakwazi enikwenzayo.
26. Kwaye Uyayiphendula imithandazo yabo bakholwayo (kuYe), benze izenzo ezilungileyo, Abongezelele ububele baKhe. Kodwa bona abangakholwayo baya kufumana isohlwayo esibi kunene.
27. Ukuba ngaba uAllâh Wayezandisele iimbonelelo (zonke) izicaka zaKhe, zaziya kwenza ingcinezelo ehlabathini. Kodwa Yena Uthulula umlinganiselo Athande ukuthulula wona. Inene Yena Uyazazi izicaka zaKhe Uyabona.
28. Nguye Othoba imvula emva kokuphelelwa kwabo lithemba, Aze Asasaze inceba yaKhe, kaloku Yena nguMkhuseli, Ufanelwe kukudunyiswa.
29. Kananjalo omnye wemiqondiso yaKhe kukudalwa kwamazulu nomhlaba noko Akusasaze kuwo kuzizidalwa. Ukanti kukuYe ukuziqokelela ndawonye xa Ethandile kulula.

Icandelo 4

30. Ke kaloku nantoni na enihlelayo engumonakalo oko koko kwenziwa zizandla zenu, kodwa Yena Uxolela kakhulu.
31. Kanti ke aniyi kumenza Asilele (uAllâh) emhlabeni. Yaye aninawumbi umkhuseli ngaphandle koAllâh ningenaye namncedi.
32. Kananjalo omnye wemiqondiso yaKhe ziinqanawa elwandle ezingathi ziintaba.
33. Ukuba Ebethanda Yena Ebengawumisa (ngxishi) umoya, zize (ezo nqanawa) zingahambi (elwandle). Inene kuko oko kukho imiqondiso kuye nabani na onomonde, nonombulelo.
34. Kungenjalo Ebengasuka Abatshabalalise ngenxa yoko bakwenzayo (kuzizono); kodwa Yena uxolela kakhulu.
35. Abo banamaphike ngemiqondiso yeThu mabazi (kakuhle) okokuba abayi kuba nandawo yakuphuncula (esohlwayweni sika-Allâh).
36. Ke kaloku nantoni na eniyinikwayo, (loo nto) yeyolonwabo lobomi basemhlabeni. Kodwa oko kuku-Allâh kukona kulungileyo kungapheliyo kwabo bakholwayo babeke ithemba labo eNkosini yabo.
37. Abo baziphephayo izono zabo nezenzo zokungcola bathi xa benomsindo baxolele,
38. Nabo baye basabela eNkosini yabo, benza iSalah nabasombulula imicimbi yabo ngemboniswano phakathi kwabo, banikele (kumalizo) oko Sibanike kona,
39. Nabo bathi xa bethwaxwe yingcinezelo bazikhusele.
40. Ke kaloku imbuyekezo yesenzo esingcolileyo sisenzo esingcole ngokufana naso kodwa ke lowo uxolelayo, enze noxolelwaniso umvuzo wakhe ukuAllâh. Inene Yena Akabathandi abenzi bobubi.
41. Kananjalo lowo uziphindezelayo emva kokuba enziwe ubugwenxa, kwabo banjalo akukho sizathu (sakusoleka).

42. Isizathu (sokusoleka) sikulowo wona abantu enze ingcinezelo emhlabeni engenalungelo. Abenza (oko) baya kufumana isohlwayo esibuhlungu.
43. Lowo unyamezelayo, axolele inene oko yenye yezinto (ezibonakalisa) ukuzinikela (kakhulu kuAllâh).

Icandelo 5

44. Ke lowo uAllâh amyekele ekulahlekeni akuyi kubakho mkhuseli kuye ngaphaya kwaKhe (uAllâh), kananjalo uya kubabona abenzi bobubi xa bebona isohlwayo baya kuthi: "Ingaba ikhona na indlela yokubuyela (ehlabathini) kwakhona?
45. Kanti uza kubabona besondezwa kuwo (uMlilo), bethotyiselwa ngokuhlazeka, bekrwaqula ngomnqweno. Abo bakholwayo baya kuthi, "Inene abona balahlekelwa bokwenyani ngabo balahlekelwe ziziqu zabo neentsapho zabo ngeMini yoVuko, Yeha, abenzi bobubi bakwisohlwayo esingapheliyo."
46. Kananjalo abayi kuba namhlobo wakubanceda ngaphandle koAllâh. Yaye lowo uyekelwe nguAllâh ekulahlekeni akukho ndlela kuye.
47. Sabelani eNkosini yenu ingekafiki iMini evela kuAllâh ekungekhe kubekho nto iyigxothayo. Akukho lukhuseleko niya kulufumana ngaloo Mini, kungayi kubakho kuphika kuni.
48. Kanti ukuba bayatshikila Thina Asikuthumelanga kubo ukuba ube ngumlondolozi wabo, okwakho wena kukuvakalisa, ke kaloku xa Sithe Senza umntu wangcamla inceba evela kuThi, uye ayivuyele, kodwa athi xa ububi bumthwaxa ngenxa yoko kuvezwe zizandla zakhe inene umntu angabi nambulelo.
49. Loluka-Allâh ulongamelo lwamazulu nomhlaba. Yena Udala loo nto Athande ukuyidala. Anike lowo Athande ukumnika (abantwana) abaziintombi, Anike lowo Athande ukumnika amakhwenkwe.

50. Kungenjalo Abenzele amakhwenkwe neentombi, Enze udlolo lowo Athande ukumenza, Inene Yena nguSolwazi, uSomandla.
51. Kananjalo asikokwakhe nawuphi na umntu ukuba uAllâh Athethe naye ngaphandle kokuthetha naye ngesiTyhilelo okanye ngaphaya komkhusane okanye Athumele isiThunywa simtyhilele ngemvume yaKhe oko Athande ukuba (Amtyhilele kona). Inene Yena Uphakamile, Unobulumko.
52. Sisityhile ngolo hlobo ke isiTyhilelo somyalelo weThu (i'Kur'ân). Wena wawungazi siBhalo, (ungalwazi) ukholo kodwa ke Thina Sisenze (isiBhalo) saba lukhanyiselo eSikhokela ngalo lowo Sithande ukumkhokela kwizicaka zeThu. Kwaye inene wena (Muhammad) ukhokelela eNdleleni ethe Tye
53. INdlela ka-Allâh (loWo) izezaKhe zonke (izinto) ezisemazulwini nasemhlabeni. Yeha! KukuAllâh apho zonke izinto ziza kubuyela khona.

ISahluko 43
AZ-ZURHRUF (IZIHOMBISO ZEGOLIDE) 43

Egameni lika-Allâh uSolubabalo uSozinceba.

Icandelo I

1. Hâ-Mim.
2. (Ndifunga) ngeNcwadi (i'Kur'ân) ecacileyo.
3. Inene, Siyenze yayi'Kur'ân engesiArabhu khon'ukuze nibe nokuyiva (intsingiselo yayo).
4. Kananjalo yona ikuNozala weNcwadi[1] okuThi, ixabisekile, izele bubulumko.
5. Siwuhluthe na umyalezo kuni, Sinigxothe ngokuba ningabantu abagabadele batsiba imida?
6. Kodwa bangaphi abaProfeti eSabathumela phakathi kwabantu bamandulo?
7. Ukanti akukho Mprofeti wakha wafika kubo bangamgculeli.
8. Sabatshabalalisa ke Thina, ababenamandla ngaphezulu kunabo, (nabo) baba ngumzekelo wabantu ababandulelayo.
9. Kanti xa unokubabuza, "Ngubani owadala amazulu nomhlaba?" Inene baza kukuxelela okokuba, "Adalwa nguSobunganga, uSolwazi."
10. Owanenzela umhlaba waba ngumandlalo wenu ekukho iindlela eninokuthi nikhokeleleke ngazo.
11. Othumela imvula phantsi ivela esibhakabhakeni ingemilinganiselo eqingqiweyo, ke kaloku ngayo Sivuselela umhlaba ofileyo, niya kuvuswa ngolo hlobo ke nani
12. Yena loWo Wadalela zonke izinto amaqabane azo, Wanenzela iinqanawa neenkomo (namahashe) eniye niziqabele (nihambe ngazo).

1 Unozala weNcwadi (43:4) licwecwe elikuAllah ekuthiwa igama lalo yiLawh al-Mahfûdzh.

13. Khona ukuze nihlale emihlana yazo nikhumbule uBabalo lweNkosi yenu, xa nihlala phezu kwazo nisithi, “Uzuko malube kuloWo Wenze esi (sithuthi) saba phantsi kolawulo lwethu, (ngapha koko) besingekhe sisoyise[2].
14. Yaye kananjalo eNkosini yethu kulapho siza kubuyela khona.”
15. Kodwa (ngoko kunjalo) babalela kuYe isahlulo esingabanye kwizicaka zaKhe, inene umntu akanambulelo ngokucacileyo[3].

Icandelo 2

16. Okanye Yena (uAllâh), Uzithabathele koko Wakudalayo, iintombi Waza nina Wanikhethela oonyana kusini na?
17. Ke kaloku xa omnye kubo enikwa iindaba ezimnandi zoko akubalela kuSozinceba, ubuso bakhe, buyafiphala, azicinezele kukukhathazeka kwakhe[4].
18. Ingaba lowo ukhuliswe ngezihombiso[5], ongakwazi kuyicacisa into ayithethayo ngexesha lembambano, (ubalelwa kuAllâh)?
19. Kananjalo benze iingelosi ezizizicaka zikaSozinceba zaba ngabasetyhini, babekhona na ukudalwa kwazo? Ubungqina babo buza kubhalwa phantsi yaye baza kubuzwa.
20. Kananjalo bathi (xa bezithethelela bodwa), “Ukuba uSozinceba Ebengathandanga, besingekhe sizinqule (ezi zithixo zethu).”

2 Isithuthi (43:13) isengaba sisilwanyana esinjengehashe, imbongolo inqanawa inqwelomafutha, inqwelomoya nokuba yintoni na ethwala abantu nemithwalo.3.4 5

3 Ukubalela abanye kuAllâh, (43:15) kukuthi abaProfeti abathile ngoonyana baKhe, okanye uthi ooyihlo omkhulu bancedisana naYe. Oko bubugwenxa ngokuba uAllâh Akananyana engancediswa nangubani na kwabafileyo

4 Abakubalela kuAllâh ziintombi, (43:17) ezo bathi xa bexelelwa ukuba abafazi babo bazele zona, bakhathazeke ngaphakathi emphefumlweni kuba befuna amakhwenkwe kodwa kwa ezi ntombi bangafuniyo ukuzala zona bathi zizalwa nguAllâh bona bazala amakhwenkwe.

5 Oku (43:18) kubhekiswa kumntu.wasetyhini. osoloko esonganyelwa yindoda xa bexoxa.

Akukho lwazi banalo mayela noko, abakwenzayo kukuqamba ubuxoki.

21. Okanye kukho incwadi eSibanike yona mhlawumbi phambi kwayo (i'Kur'ân), ekuyiyona babambelele kuyo?
22. Ngapha koko bathi, "Inene thina safumana oobawo besenkolweni (ethile), thina ke silandela ezinyaweni zabo, sisendleleni (elungileyo)."
23. Ngokukwanjalo ke Thina Asizanga Sathumela Mlumkisi kuso nasiphi na isixeko baze abazizityebi baso bangathi,

"Inene thina safumana oobawo bethu besenkolweni, silandela ezinyaweni zabo ke thina."

24. (UMlumkisi ngamnye) wathi (ebantwini), "Nokuba ndiniphathele isiKhokelo esingcono kuneso (siyiloo nkolo) nafumana ooyihlo bekuso?" Bathi bona, "Inene thina koko nikuthunyiweyo asikholwa."
25. Sathabatha impindezelo ke Thina kubo; khawubone ke ukuba saba njani na isiphelo sabaphikisi.

Icandelo 3

26. Yabona xa uIbrâhîm wathi kuyise nakubantu bakubo, "Inene mna ndiyazikhwebula koko nikunqulayo.
27. Ngaphandle kwaloWo Wandidalayo, yaye Yena Uya kundikhokela."
28. Kananjalo oko wakwenza kwaba lilizwi elashiyeka phakathi kwenzala yakhe ukwenzela ukuba babe nokubuyela (eNdleleni)[6].

6 Ilizwi ekuthethwa ngalo apha (43:28) sisifungo sokholo esenziwa ngumntu xa esamkela inkolo ka-Allâh kwi- Islam elithi: "Akukho thixo wumbi ngaphandle koAllâh, uMuhammad nguMthunywa ka-Allâh.

29. Ke kaloku Mna (Allâh) Ndanika aba bantu abangabanquli zithixo ubomi bolonwabo, nooyise kwada kwafika inyaniso noMthunywa ocacileyo (uMuhammad).
30. Kodwa yathi inyaniso isakufika kubo bathi bona, "Ngumlingo lo, yaye thina asikholwa kuwo."
31. Bathi kananjalo, "Kutheni le 'Kur'ân ingathunyelwanga kweyona ndoda inkulu (kwesinye) sezixeko ezibini[7]?
32. Bangabahlula-hluli benceba yeNkosi yakho na? Sithi nje Ababakhethele indlela yokuphila kubomi beli hlabathi, Saphakamisa abanye babo bangentla kwabanye ngokwamabakala khona ukuze bakwazi ukusebenzisana ngokwengqesho. Kodwa inceba yeNkosi yakho yiyona ingcono ngaphezu kwako konke abakuwanqayo.
33. Ukuba ibingekuko okokuba abantu bebengasuka babe luluntu olunye (lwabantu abangakholwayo) beSiza kwenzela abo bangakholwayo kuSozinceba imizi yabo iisilinga, nemichankcatho, yesilivere yokunyuka.
34. Nezindlu zabo (zibe) neengcango, neesofa zokungqiyama
35. Nezihombiso zegolide. Kodwa konke oko akunto yanto ngaphandle kokuba zizinto zolonwabo zobomi balo mhlaba. Ukanti uBomi oBuzayo bona obukuAllâh bobabenzi bokulungileyo.

Icandelo 4

36. Lowo umfanyekisiweyo mayela nenkumbulo kaSozinceba Simnyulela uShaytân ukuba abe ngumhlobo wakhe.
37. Inene wona (amashayâtini) ayaphambukisa eNdleleni (yesiKhokelo) lo gama bona bezicingela ukuba bangabakhokelelekileyo (baseNdleleni).
38. Ade (umntu) afike kuThi (ngeMini yoMgwebo), athi, "O, akwaba kwakubekho umgama ongangophakathi kwempuma

7 Izixeko ezibini (43:31) yiMakkah neTâif.

nentshona phakathi kwethu, ungonjani ukungcola yena umhlobo."

39. Kube kungasa yikunceda nto (ukutsho loo mazwi) ngaloo Mini, emveni kokuba sele nonile, sele nisabelana ngesohlwayo.
40. Ingaba (Muhammad) uza kuyikhokela imfama okanye lowo usekulahlekeni okucacileyo?
41. Enokuba Singakuthabatha (ngokufa), inene Thina Siza kuthabatha impindezelo kubo.
42. Kanti nokuba Singakubonisa na oko Sibathembise kona (kusisohlwayo), inene Thina Sigqibelele ukwazi ukwenza.
43. Ngoko ke wena bambelela koko kutyhilwe kuwe. Inene wena useNdleleni ethe Tye.
44. Inene yona (i'Kur'ân) iyinkumbuzo kuwe nabantu bakho, yaye niza kubuzwa.
45. Ke kaloku buza abo Sabathumela phambi kwakho ngabaThunywa beThu. Ingaba Sakha Senza abanye oothixo na ngaphandle koSozinceba?

Icandelo 5

46. Kananjalo Thina Sathuma uMûsâ nemiqondiso yeThu kuFir'awn nobukumkani bakhe, ke kaloku wathi (uMûsâ), "Inene mna ndingumthunywa weNkosi yamaphakade."
47. Kodwa wathi esakufika nemiqondiso yeThu, ngoko nangoko bahleka.
48. Ke kaloku akukho mqondiso eSababonisa wona owawungemkhulwanga kunobesele Sibabonise wona[8] (ngaphammbili kunawo) Sabahlasela ngesibetho ke khona ukuze babuyele ngenguquko.

8 Oku (43:48) kutsho ukuthi uFirawn waboniswa imiqondiso nguMûsâ ngokulandelelana kwayo, olandela owukuqala umkhulu kunowokuqala nolandela lowo ngokunjalo.

49. Ke kaloku bathi kuMûsâ, “Hini na wena menzi wemilingo cela eNkosini yakho ngoko Ikuthembise ngako. Inene thina siya kuba ngabakhokelelekileyo[9].”
50. Kodwa Sithi Sisakusisusa isibetho kubo, balaphule ngoko nangoko ilizwi labo (lesithembiso).
51. Ke kaloku uFir‘awn wakhwaza ebantwini bakhe; wathi, “Hini na bantu bam, ubukumkani baseYiputa asibobam na, nale milambo impompoza phantsi kwam, kanti aniboni na?
52. Okanye ayindim ongcono kunaye na lo (uMûsâ) ongento yanto, engakwazi nakucacisa (nto).
53. Kutheni ke kungabekwanga zacholo zagolide phezu kwakhe okanye eze ehamba kunye neengelosi?”
54. Wabaqhatha ke abantu bakhe, (uFir‘awn) nabo bamthobela, inene bona babengabantu ababe nendelelo bengenantobeko (kuAllâh).
55. Ke kaloku ukuSenza kwabo umsindo, Sathabatha impindezelo kubo, Sabatshonisa emanzini bonke.
56. Kananjalo Sabenza baba ngumzekelo kubantu abasezayo.

Icandelo 6

57. Ke kaloku xa unyana kaMaryam wenziwa umzekelo, abantu bakuni bakhawulezisa bahleka ngokuvakalayo[10].
58. Ke kaloku bathi, “Ingaba ngabethu na oothixo abangcwele okanye nguye (uYesu)” (oku)[11]babengakuthetheli (kufanisa) ngaphandle kokwenzela impikiswano (njee) eneneni bona ngabantu abathanda impikiswano.

9 Babethetha ukuthi (43:49) baza kukholwa kuAllâh, balandele uMûsâ.

10 Oku (43:57) kuthetha ukuthi xa ama-Arabhu esenzelwa umzekelo ngamaKhristu akhonza uYesu, echazelwa ubugwenxa bento ayenzayo yokukhonza izithixo nto leyo ingahlukanga ekukhonzeni uYesu, wona asuka ahleka.

11 Lo mbuzo (43:58) babewubuza ngendlela okhombisa ukukhonza kwabo izithixo nokukhonzwa kukaYesu ngamaKhristu kuyinto efanayo.

59. Yena (u'Isâ) wayengeyonto yimbi ngaphandle kokuba sisiCaka eSathulula uBabalo phezu kwaso, yaye Samenza waba ngumzekelo (omhle) kuBantwana bakwaSirayeli.
60. Ke kaloku ukuba Sasithandile ngeSenza (endaweni yenu nina bantu) iingelosi emhlabeni, zilandelelana (ezinye emva kwezinye).
61. Inene yena (u-'Îsâ) uya kuba (ngumqondiso) wokwaziwa kweYure, ngoko ke wena ungabi nakuthandabuza ngayo, landela Mna. Le yiNdlela ethe Tye.
62. Kananjalo ungavumeli uShaytân akuphambukise. Inene, yena kuwe ulutshaba olucacileyo.
63. Ke kaloku ekufikeni kuka 'Îsâ nemiqondiso ecacileyo, wathi, "Mna ndize kuni nobulumko, nokuza kunicacisela ngeminye iimibandela eniphikisana ngayo ngoko ke yoyikani uAllâh nindithobele.
64. Inene uAllâh yiNkosi yam, ekwayiNkosi yenu. Khonzani Yena ke, le yiNdlela ethe Tye."
65. Kodwa zona iimvaba zaya zaba ziintlaba zahlukane phakathi kwazo (akwabikho kuvumelana), Ngoko ke Yeha ke esohlwayweni seMini ebuhlungu kwabo benza ubugwenxa.
66. Ingaba balindele (nto yimbi) na ngaphandle kweYure eza kubafikela bengaqondi?
67. Abahlobo abakhulu ngaloo Mini baya kuba ziintshaba omnye komnye ngaphandle kwabenzi bokulungileyo.

Icandelo 7

68. (Abo uAllâh Aya kuthi kubo), "Hini na zicaka zaM akukho koyika kuya kubakho malunga nani ngayo le Mini, ningayi kunxunguphala nakunxunguphala.
69. Abo bakholwayo kwiiVesi zeThu baba ngamaMuslim.
70. Ngenani ePaladesi, nina nabafazi benu nigcobile.

71. Okuya kuhanjiswa phakathi kwabo zizitya neendebe zegolide. Phakathi kuzo apho iya kuba kuko konke okunqwenelwa ngumphefumlo nokuchulumancisa amehlo, yaye niya kuhlala apho naphakade.
72. Leyo ke yiPaladesi enenzelwe ukuba ziindlalifa zayo ngenxa yoko (kuzizenzo ezilungileyo) nakwenzayo.
73. Okwenu apho ziziqhamo ezininzi eniya kudla kuzo.
74. Inene zona izaphula-mthetho ziya kuba sesohlwayweni, zihlale apho ngonaphakade.
75. (Isohlwayo eso) asiyi kuvunyelwa sithothe kubo, yaye bona apho baya kulahlekelwa lithemba.
76. Ke kaloku ayiSithi ababenza ubugwenxa ngabo ngokwabo ababa ngabenzi bobugwenxa.
77. Ke kaloku baza kuthi, "O! Mâlik[12], khawenze iNkosi yakho Isenze sitshabalale (kube kanye)! Uya kuthi yena, "Inene niza kuhlala (ninjalo)."
78. Inene nina Sinizele nenyaniso kodwa uninzi lwenu luyichasile inyaniso.
79. Okanye banecebo abaliqulunqileyo na? NaThi Siqulunqa (eleThu) nje.
80. Okanye bacinga ukuba aSiziva iintetho zabo zasemakhusini? Ewe nje kwaye iziThunywa zeThu ziba kunye nabo zibhala[13].
81. Yithi (Muhammad), "Ukuba uSozinceba Ebenonyana mna bendiya kuba ngowokuqala ukuba ngomnye wabanquli (bakhe loo nyana lowo)."
82. Uzuko malube kwiNkosi yamazulu nomhlaba, iNkosi yeTrone, Engentla (lee) kwezo nto bazibalela (kuYo).
83. Ngoko ke bayeke (njalo) bancokole amampunge bazonwabise de bagagane neMini yabo leyo bathenjiswe ngayo.

12 UMâlik (43:77) yiNgelosi egcine isiHogo.

13 IziThunywa (43:80) ziingelosi nabanye abantu abathunywe kwangabanye abantu zizithunywa, ize abaProfeti bona baka-Allah ibe ngabaThunywa.

84. Kananjalo nguYe onguThixo (Okukuphela kwaKhe) ezulwini nasemhlabeni, yaye Yena nguSolwazi, uSobulumko.
85. Usikelelekile Yena loWo ulongamelo lwamazulu nomhlaba ilolwaKhe nako konke okuphakathi kwawo, Yena loWo ulwazi lweYure lukuYe, ekukuYe apho niza kubuyiselwa khona.
86. Abo babanqulayo ngaphandle kwaKhe (uAllâh) abanawo amandla okuthethelela; kuphela ngabo bangqinela inyaniso (abaya kunikwa igunya lokuthethelela), yaye bayazi.
87. Ke kaloku xa ubabuza okokuba ngubani na owabadalayo, ngokuqinisekileyo baza kuthi, "NguAllâh." (ke ngoku) baqhathwe yintoni?
88. (UAllâh Uyayamkela) intetho yakhe (uMuhammad) ethi, "O Nkosi yam, inene aba bantu (ngabantu) abangakholwayo.
"Ngoko ke wena zikhwebule kubo, uthi, "Makube luxolo." Kodwa baza kwazi.
89. Ngoko ke suka kubo wena uthi, "*Salâm*" (makube luxolo) kodwa (kungekudala) baza kwazi.

ISahluko 44
AD-DURHÂN (UMSI) 44

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo uSozinceba

Icandelo I

1. Hâ-Mîm.
2. Ndifunga NgeNcwadi ecacileyo.
3. Inene Thina Sayithumela ngobusuku obusikelelekileyo, Singokulumkisa (uluntu).
4. Ngabo (obo busuku) kucaciswa into nganye icace gca (yahluke kwenye).
5. Umyalelo ngamny uvel kuThi, inen Thin Siwuthumela (uMthunywa).
6. Owaba yinceba evela eNkosini, uMlondolozi wakho, inene Yena nguSokuva, nguSolwazi,
7. YiNkosi yamazulu nomhlaba noko kuphakathi kwawo, ukuba nifuna ukuqiniseka.
8. Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe; Yena Unika ubomi Enze ukufa. YiNkosi yakho, iNkosi yookhokho benu bokuqala.
9. Kodw (abangakholwayo) bon basekuthandabuzeni, bezonwabisa (ngokugculela nokubhoxa).
10. Lindelan k iMin isibhakabhak siy kuzis uMsi obonakalayo.
11. Oya kugquma abantu. Esi sisohlwayo esibuhlungu.
12. (Baya kuthi), “Nkosi yethu sisusele esi sohlwayo phezu kwethu, inene thina singamakholwa.”
13. Uya kubakho njani umkhumbuzi kubo (ngaloo Mini)? Kube kubo kwakufike uMthunywa ocacileyo.
14. Baza bona bamtshikilela besithi, “Ufundisiwe, ungumntu ophambanayo.”

15. Inene Thina Siya kusisusa isohlwayo okwethutyana inene nina (bantu ndini) bangakholwayo niya kubuyela (ekungakholweni kwenu).
16. NgeMini eSiya kubetha ngohlaselo olukhulu, inene Thina Siya kuthabatha impindezelo.
17. Ke kaloku sele Salinga abantu bakwaFir'awn ngaphambili kunabo yaye kwafika kubo uMthunywa ohloniphekileyo (uMûsâ),
18. (Esithi kuFir'awn), "Nikezela izicaka zika-Allâh kum, inene mna ndinguMthunywa othembekileyo kuwe,"
19. (Esithi kananjalo kuye), "Musa ukukhukhumala kuAllâh. Inene mna ndize kuwe ndinegunya elicacileyo.
20. Kananjalo mna ndaye ndacela ukhuseleko ngeNkosi yam EkwayiNkosi yenu kuba ngenanindixulube ngamatye.
21. Ke kaloku ukuba akundikholelwa ndiyeke ke."
22. Ekugqibeleni wacela eNkosini yakhe (ekhalazela) ukuba ngenene aba yayingabantu abazizaphula-mthetho.
23. (UAllâh) Wathi, "Wena (Mûsâ) phuma nezicaka zaM ngobusuku, inene niya kuleqwa.
24. Nilushiye ulwandle ngokuzolileyo, inene bona bangumkhosi oza kurhaxiswa."
25. Kungakanani okwamasimi nemithombo abakushiya ngemva?
26. Nezityalo nezidiliya zexabiso.
27. Nobunewunewu ababonwatyiswe bubo.
28. Ngaloo ndlela abantu abangabanye baba ziindlalifa zazo (ezo zinto bazishiya ngemva).
29. Kanti nawo amazulu nomhlaba azanga abalilele yaye abazanga banikwe xesha longezelelweyo.

Icandelo 2

30. Ke kaloku Sabasindisa abaNtwana bakwaSirayeli kwisohlwayo sehlazo.

31. Esivela kuFir'awn. Inene yena wayesisikhukhumali phakathi kwabagabadeli.
32. Inene Sabakhetha Thina bona (abaNtwana bakwaSirarayeli) ngolwazi ngaphezulu kumazwe onke.
33. Kananjalo Sabanika imiqondiso ekwakukho kuyo uvavanyo olucacileyo.
34. Inene aba bantu bangakholwayo bathi,
35. "Akukho nto injalo apha ngaphandle kokufa kokuqala yaye asizi kuphinda sivuswe.
36. Buyiselani ookhokho bethu (ebomini) kaloku ukuba nithetha inyaniso."
37. Ingaba ngabo abangcono okanye ngabantu baseTuba nabo babengaphambili kunabo? Sabatshabalalisa ke Thina (ngokuba) inene bona babezizaphula-mthetho.
38. Ke kaloku Asizanga Sidale amazulu nomhlaba noko kungaphakathi kuwo Siwadalela indlalo.
39. Asizanga Siwadale ngaphandle (kokuwadalela) inyaniso kodwa uninzi lwabo alwazi.
40. Inene iMini yoMgwebo lixesha elityunjelwe bona bonke.
41. IMini apho kungayi kubakho sizalwana siya kunceda esinye isizalwana, bengayi kuncedwa nakuncedwa.
42. Ngaphandle kwabo bakholwayo uAllah Anenceba kubo.Yena nguSobunganga, uSozinceba.

Icandelo 3

43. Inene wona umthi weZa'kkûm
44. Uya kuba kukutya kwabenzi bezono
45. Unjenge-oli emdaka, ebila ngaphakathi eziswini.
46. Njengamanzi abilayo atshisayo.
47. (Kuya kuthiwa kumntu ongumoni), "Mbambeni nimrhuqele esazulwini soMlilo wesiHogo,

48. Nize nigalele phezu kwentloko yakhe isohlwayo samanzi abilayo."
49. (Kuya kuthiwa), "Ngcamla ke, wena ungumhlonitshwa, obekekileyo.
50. Inene oku koko nanidla ngokukuphika."
51. Inene, abenzi bokulungileyo baya kuba sendaweni yokhuseleko:
52. Phakathi eMiyezweni nemithombo,
53. Bambathe (izambatho) zesilika esulungekileyo nehonjisiweyo, bejongene,
54. (Kuya kuba njalo) Yaye Siya kubatshatisa neeHûrin'ayn[1]. Ezinamehlo amakhulu, athandekayo.
55. Baya kubiza apho nayiphi na intlobo yesiqhamo beseluxolweni naselukhuselekweni;
56. Abasayi kuze bafe apho ngaphandle kokufa kokuqala (kweli hlabathi), yaye Yena Uya kubasindisa entuthumbeni yoMlilo odwanguzayo,
57. NjengobuBele obuvela eNkosini yakho! Oko kuya kuba yimpumelelo enkulu!
58. Inene le ('Kur'ân) Siyenze yalula elwimini lwakho khona ukuze ukhumbule.
59. Linda ke (Muhammad) nabo oku kwabo balindile.

1 Ii*Hûrun'ayn* (44:54) ziintombi ezintle ezizimbelukazi zasePaladesi ezidalwe nguAllâh ezidalela abakhonzi baKhe bokwenene.

ISahluko 45
AL-JÂTHIYAH (EZIGUQAYO) 45

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Hâ, Mîm.
2. Ukutyhilwa kweNcwadi (i'Kur'ân) kuvela kuAllâh, uSobunganga, uSobulumko.
3. Inene emazulwini nasemhlabeni kukho imiqondiso kwabakholwayo.
4. Ke kaloku ekudalweni kwenu noko Akuthe saa kuzizidalwa ezinyakazayo kuyimiqondiso kubantu abaqinisekileyo (elukholweni).
5. Nasekuphumzaneni kobusuku nemini nakoko uAllâh Akuthumele phantsi kuvela esibhakabhakeni kusisixhaso (imvula) Anika ngaso ubomi emhlabeni emveni kokuba ubungenabomi, nasekukhokeleleni (kwaKhe) umoya, kukho imiqondiso kubantu abaqiqayo.
6. Ezi ziiVesi zika-Allâh ESizicengceleza kuwe ngenyaniso. Ke ngoko yiyiphi (enye) ingxelo Emva kweka-Allah neeVesi zaKhe abaza (kude) bakholwe kuyo?
7. Yeha kuye nawuphi na umoni olixoki,
8. Ozivayo iiVesi zika-Allâh zicengcelezwa kuye, aze aqhubeke nokuba nenkukhumalo abe ngathi akazivanga. Mnike iindaba ezivuyisayo ke ngoko zesohlwayo esibuhlungu.
9. Kananjalo xa esazi nokuba yintoni na ngeeVesi zeThu uyazigculela (enze intlekisa ngazo). Okwabo (banjalo) sisohlwayo esilihlazo.
10. Phambi kwabo sisiHogo noko bakusebenzelayo akuyi kubanceda nto konke-konke noko bakuthathayo

(bakunqulayo) ngaphandle koAllâh bekwenza abakhuseli babo. Yaye baya kufumana isohlwayo esikhulu

11. Le 'Kur'ân sisiKhokelo. Abo baya bangakholwa kwiiVesi zeNkosi yabo baya kufumana isohlwayo esiluhlobo olubi kanobom.

Icandelo 2

12. NguAllâh Owanililamisela ulwandle khona ukuze iinqanawa zihambe kulo ngomyalelo waKhe kwanokuba nifune uBubele baKhe, hleze nibe nombulelo.
13. Kananjalo Unililamisele okusemazulwini nokusemhlabeni konke kuvela kuYe. Inene kuko oko kukho imiqondiso kubantu abacingisisayo.
14. Yithi (Muhammad) kwabo bakholwayo kufanelekile ukuba babaxolele abo bangazilindelanga iiNtsuku zika-Allâh (zempindezelo) ukuze Abuyekeze abantu ngoko bakusebenzelayo.
15. "Nabani na owenza isenzo esilungileyo, usenzela (usindiso) lomphefumlo wakhe, nalowo wenza okungcolileyo ukwenza ngokuchasene nawo (umphefumlo wakhe). Ukanti kuseNkosini yenu apho niza kubuyela khona."
16. Ke kaloku inene Sabanika isiBhalo aBantwana bakwaSirayeli (nenqobo) yokugweba nobuProfeti, Sabanika nezinto ezilungileyo, Sakhetha bona ngaphezulu kwendalo yonke.
17. Sabanika nemiqondiso ecacileyo kumbandela (wenkolo). Ke kaloku abazanga babe neyantlukwano de kwaba semva kokufika kolwazi kubo ngenxa yomona, nentiyano phakathi kwabo. Inene iNkosi yakho Yiyo eza kugweba Phakathi kwabo ngeMini yoMgwebo mayela nezinto ababeneyantlukwano ngazo.
18. Wena Sikubeke endleleni elungileyo yenkolo, ngoko ke wena landela loo Ndlela, ungalandeli iminqweno yabo bangazi nto.

19. Inene bona asokuze bakuncede nganto ngokuchasene noAllâh. Ke kaloku abenzi bobubi bangabahlobo omnye komnye Ke Yena uAllah nguMhlobo wabo boyika Yena
20. Le ('Kur'ân) lukhanyiselo loluntu, isisiKhokelo nenceba kubantu abanengqiniseko (ngokholo lwabo)
21. Makube abo benza ukungcola bacinga ukuba Siza kubenza babe njengabo bakholwayo benza okulungileyo. (bacinga ukuba) baza kufaniswa kubomi babo nasekufeni kwabo? Okungcolileyo lugwebo[1] lwabo.

Icandelo 3

22. Ke kaloku uAllâh Wadala amazulu nomhlaba ngenyaniso khona ukuze umphefumlo ngamnye ubuyekezwe ngoko wakusebenzelayo, yaye abazi kwenziwa bugwenxa.
23. Umbonile na lowo uzithabathela iminqweno yakhe ayenze uthixo wakhe, uAllâh umyekele ekulahlekeni ngolwazi kwaye Ufake itywina ekuveni kwakhe nasentliziyweni yakhe, Waza Wabeka isigqumathelo phezu kokubona kwakhe? Ngubani ke onokumkhokela emva koAllâh? Ingaba aniyi kukhumbuzeka ke ngoko?
24. Ke kaloku bathi, "Akukho (bomi) ngaphandle (kobu) bomi bethu basemhlabeni; siyafa siphile, akukho nto isitshabalalisayo ngaphandle kwexesha." Ukanti bona abanalwazi ngoko (bakuthethayo) bayaqikelela kuphela.
25. Naxa iiVesi zeThu zicengcelezwa kubo njengobungqina obucacileyo, ingxoxo yabo ibanye nje kukuthi, "Yiza nookhokho bethu kaloku ukuba uthetha inyaniso."

1 1 Ugwebo lwabo (45:21) ziingcinga zabo neentetho zabo abazitshoyo ngoAllâh , ngeMini yoMgwebo, ngoBomi basemva kokoKufa ngabantu abakholwa kuAllâh.

26. Yithi wena, “UAllâh Unenza niphile Aphinde Anenze nife kanti Usaya kunidibanisela iMini yoVuko, ekungekho ntandabuzo ngayo kodwa uninzi lwabantu alwazi.

Icandelo 4

27. Ke kaloku loluka-Allâh ulongamelo lwamazulu nomhlaba. Mhla iYure ifika, ngaloo Mini amaxoki aya kulahlekelwa.
28. Ke kaloku uya kubona izizwe zonke ziguqa (zisoyika). Isizwe ngasinye siya kubizelwa kokubhaliweyo kwaso (sixelelwe okokuba), “NaMhla niza kubuyekezwa ngoko nakusebenzelayo.
29. Lo mbhalo weThu uthetha ngani ngenyaniso. Inene Thina Sasikubhala konke enanikwenza.”
30. Ngoko ke abo bakholwayo, benza izenzo ezilungileyo iNkosi yabo Iya kubangenisa encebeni yaYo. Oko kuyimpumelelo ecacileyo.
31. Kodwa bona abo baya bangakholwa (kuya kuthiwa kubo), “Azizanga zicengcelezwe na iiVesi zeThu kuni, kodwa nasuka nina nakhukhumala, naba ngabantu abazizaphula- mthetho?
32. Kananjalo nina nathi kusithiwa (kuni), “Inene isithembiso sika-Allâh siyinyaniso neYure (iyeza) akukho kuthandabuza ngayo,” nathi nina, “Asiyazi ukuba yintoni na iYure. Siyaqikelela nje uqash-qash, yaye asanelisekanga (yingcaciso yayo).”
33. Ke kaloku iziphumo ezingcolileyo zoko bakwenzayo ziya kubonakala kubo yaye baya kurhangqelwa koko babekugculela.
34. Kuya kuthiwa (kubo), “NaMhlanje Siya kulibala ngani njengoko nani nalibalayo ngendibano yale Mini yenu, yaye indawo yokubalekela kwenu nguMlilo, kwaye akuyi kubakho bancedi kuni.

35. Oko kwaba ngenxa yokuba nathabatha iiVesi zika-Allâh njengento yokuhlekisa, yaye ubomi basemhlabeni baniqhatha." Ke kaloku ngale Mini abayi kukhutshwa kuwo (uMlilo) bengayi kucelwa ukuba bazicengezelele (kuAllâh).
36. Ngoko ke iindumiso mazibe kuAllâh, iNkosi yamazulu nomhlaba, iNkosi yamaphakade.
37. BobaKhe (bonke) ubukhulu emazulwini nasemhlabeni, yaye nguSobunganga, nguSobulumko.

Isiqendu 26

ISahluko 46
AL-AH'KÂF (IINDULI ZENTLABATHI EZINGAMAJIKOJIKO) 46

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Hâ - Mîm.
2. Ukutyhilwa kweNcwadi i'Kur'ân kuvela kuAllâh, uSobunganga, uSobulumko.
3. ASiwadalanga amazulu nomhlaba nokuphakathi kwawo ngaphandle kwenyaniso, yaye (Siwadalele) ixesha elimisiweyo kodwa abo bangakholwayo koko balunyukiswa ngako bayakufulathela.
4. Yithi (Muhammad), "Nibajongile phofu abo nibanqulayo ngaphandle koAllâh? Khanindiboniseni abakudalileyo komhlaba, okanye mhlawumbi babe nobuhlulelane (ekudalweni) kwamazulu? Ndiziseleni isibhalo (esatyhilwa) ngaphambili kunesi (i'Kur'ân) okanye intwana (esaseleyo) yolwazi, ukuba nithetha inyaniso."
5. Ngubani olahleke ngaphezulu kunalowo unqula abo bangekhe bamphendule ngaphandle koAllâh de kube yiMini yoVuko[1] babe bona ngonqulo olo lwabo bengenalwazi.
6. Xa abantu behlanganiswe ndawonye (ngaloo Mini), abo (babenqulwa) baya kuba ziintshaba kubo, yaye baya kuba ngabaphiki bokunqulwa kwabo.
7. Naxa iiVesi zeThu zicengcelezwa kubo njengobungqina obucacileyo, abo bangakholwayo bathi inyaniso isakuba ifikile kubo, "Lo ngumlingo ocacileyo."
8. Ingaba mhlawumbi bathi, "Uyiqambe ngokwakhe?" Yithi, "Ukuba ndiyiqambe ngokwam, nina aniyi kuba nawo

1 Oku (46:5) kuchaza ukuba asokuze nakanye babaphendule.

(amandla okundikhusela) ngokuchasene noAllâh. Yena nguYena ukwazi kakuhle enikwenzayo. Wanele Yena ukuba Abe liNgqina phakathi kwam nani, yaye nguMxoleli uSozinceba."

9. Yithi, "Andiyonto intsha phakathi kwabaThunywa? Kanti ke mna andikwazi okuza kwenzeka kum okanye kuni. Mna ndilandela okutyhilwe kum kuphela, yaye mna andinto yimbi ngaphandle kokuba nguMlumkisi."

10. Yithi, "Niyaqonda na okokuba ukuba yona (i'Kur'ân) ivela kuAllâh naze nina anakholwa kuyo lo gama ingqina phakathi kwaBatwana bakwaSirayeli langqinayo kwinto efana nayo (i'Kur'ân) laza lakholwa lona lo gama nina nikhukhumele?" Inene uAllâh Akabakhokeli abenzi bobubi.

Icandelo 2

11. Kananjalo abo bangakholwayo bathi kwabo bakholwayo "Ukuba ngaba (i'Kur'ân) ibilungile, ngebengasandulelanga[2] kuyo" ke kaloku xa bengakhokelekekanga yiyo bathi, "Obu bubuxoki bakudala."

12. Ke kaloku ngaphambili kunayo yayisisiTyhilelo sikaMûsâ esasisisiKhokelo nenceba. Le ke yiNcwadi engqinayo ngolwimi lwesiArabhu ukulumkisa abo benze ubugwenxa ibe ziindaba ezivuyisayo kubenzi bokulungileyo.

13. Inene abo bathi, "INkosi yethu nguAllâh, baza bahlala beseNdleleni elungileyo, akuyi kubakho koyika ngokuphathelene nabo, bengayi kuxhalaba.

14. Abongamadlelane ePaladesi: baya kuhlala apho ngonaphakade njengomvuzo (wabo) ngenxa yoko bakwenzayo.

15. Kananjalo emntwini Siyalele impatho elungileyo kubazali. Unina wamthwala kanzima wamzala kanzima emva kokummitha nokumlumla iinyanga ezingamashumi

2 Ngebengayamkelanga ngaphambili kunathi (46:11)

amathathu[3] (uye akhule) ade afikelele kwixabiso lokubhadla ade afikelele nakwixabiso lokuba neminyaka engamashumi amane, athi, "Nkosi yam ndenze ndibe nombulelo ngoBabalo lwaKho Owandenzela lona nabazali bam, (Undenze) ndibe ngumenzi wokulungileyo Oya kukwamkela Wena, Undenzele nenzala engamalungisa. Inene mna ndiguqukele kuWe yaye mna ndingomnye wamaMuslim."

16. Bona bangabo kubo Siya kwamkela ezona zilungileyo kwizenzo zabo, Singazihoyi izenzo zabo ezigwenxa. (baya kuba) phakathi kwabemi basePaladesi isithembiso senyaniso, abathenjiswe ngaso (eso).
17. Kodwa lowo uthi kubazali bakhe, "*Uff*[4] kuni, nindithembisa ukuba ndiza kuphinda ndivuswe (ekufeni) lo gama izizukulwana ezingaphambili kunam sele zadlulayo?" Babe bona (abazali bakhe) bethandazela ukufumana uncedo kuAllâh (besithi kunyana lowo wabo), "Yeha kuwe! Kholwa! Inene isithembiso sika-Allâh siyinyaniso." Kodwa athi yena, "Akunto yimbi oku ngaphandle kokuba ziintsomi zabantu bakudala.
18. Abo (banjalo) ngabo ilizwi (lommiselo) liye lehla (phezu kwabo) abaya kuba phakathi kwezizwe ezagqithayo ngaphambili kunabo zee*jinni* nabantu. Inene bonke baba ngabalahlekelwa
19. Kubo bonke kukho amanqanaba (omvuzo nawesohlwayo) ngoko bakwenzayo, yaye kunjalo khona ukuze Ababuyekeze ngokugcweleyo ngezenzo zabo kwaye abayi kwenziwa bugwenxa.
20. NgeMini abo bangazanga bakholwe beya kusondezwa eMlilweni (kuya kuthiwa kubo) "Nabufinca bonke ubumnandi

3 Oku (46:15) kusenokuba kuthetha ukuthi iinyanga zokumithwa nokuncancisawa nokulunyulwa komntu asuswe ebeleni zingamashumi amathathu xa zidityaniswe zonke.

4 Ukuthi 'Uff' (46:17), ligama lesiArabhu elibonakalisa indelelo. Liyafana nelesiXhosa elithi, 'nxa', okanye, 'mnxfm' okanye, 'Hayi suka.'

benu ngethuba nanisemhlabeni, nabonwabela, Ke naMhla niya kubuyekezwa ngesohlwayo sehlazo ngokuba nanikhukhumele emhlabeni ngokungekho lungelweni ngenxa yokuba naninendelelo, ningenantobeko."

Icandelo 3

21. Yabona, (uHûd) umzalwana wama-'Ad xa walumkisa abantu bakubo kwinginqi yase *Al-Ah'kâf,* ukanti abalumkisi (abaninzi) babesele bagqitha ngaphambili kunaye nasemva kwakhe (wathi yena), "Musani ukunqula nto ngaphandle koAllâh. Inene mna ndiyanoyikisela kwisohlwayo seMini embi kunene."
22. Bathi bona, "Ingaba uze kusiwexula na koothixo bethu? Khawuze ke noko usithembisa ngako ukuba uthetha inyaniso."
23. Wathi yena, "Ulwazi lokwenzeka kwako (oko ndinithembisa ngako) lukuAllâh kuphela, mna ndinichazela endikuthunyiweyo; kodwa ndinibona ningabantu abaziphatha ngobudenge."
24. Ke kaloku ukukubona kwabo (oko babethenjiswe ngako[5]) kunjengelifu elisondela kwiintili zabo, bathi, "Eli lilifu elisizela nemvula!" (UHûd wathi), "Nakanye (oku) koko beningasenamonde ngako, ngumoya ekukho isohlwayo esibuhlungu kuwo."
25. Esitshabalalisa into yonke ngomyalelo weNkosi yaso, baba njalo ke kwaza akwabikho nto yaphinda yabonwa ngaphandle kwamabhodlo abo, Sibabuyekeza kanjalo ke abantu abangabaphuli-mthetho.
26. Ke kaloku Sabamisela (emhlabeni) ngendlela eSinganimiselanga ngayo nina, yaye Sabenzela ukuva nokubona neentliziyo (ingqiqo). Kodwa ukuva nokubona kwabo neentliziyo zabo azizanga zibancede nto xa

5 Oku (46:24) sisohlwayo ebenisoloko nisiphika, nisithi umzalwana Wama-'Aad ogama lakhe linguHûd makaze naso ukuba uthetha inyaniso.

babesala iiVesi zika-Allâh; yaye baye bagutyungelwa koko babekugculela.

Icandelo 4

27. Kananjalo Sele Sakutshabalalisa okuningqongileyo (kwezo) zixeko yaye Siyenze ayafana imiqondiso khona ukuze abantu babe nokubuyela (elukholweni).
28. Kwakutheni ke abo babebathatha ngaphandle koAllah njengoothixo bokubasondeza (kuAllâh) bangabancedi kaloku? Nakanye, babashiya enyanyeni (ngokuba) kakade yayibubuxoki obo nomqambo (njee ongento yanto).
29. Yabona (Muhammad), Sathumela ngakuwe iqela le*jinni*, (ukuba zize) kuphulaphula i'Kur'ân. Ekuyiphulaphuleni kwazo zathi (zithetha zodwa), "Phulaphulani nithi cwaka." Yakugqitywa (ukucengcelezwa i'Kur'ân) zabuyela kwabakuzo njengabalumkisi.
30. Zathi, "Mawethu, inene thina sive (ucengcelezo) lweNcwadi etyhilwe emva kwekaMûsâ ingqina okwaba ngaphambili kunayo okukhokelela enyanisweni nakwiNdlela ethe Tye."
31. Mawethu, mhoyeni ummemezi (uMthunywa) ka-Allâh nikholwe futhi kuYe (uAllâh), Uya kunixolela izono zenu, Anikhusele kwisohlwayo esibuhlungu.
32. Lowo ungasabeliyo kummemezi ka-Allâh akayi kumenza Asilele (uAllâh nangantoni na) emhlabeni yaye (loo mntu) akayi kuba namkhuseli ngaphandle kwaKhe. Abo (banjalo) basekulahlekeni okucacileyo."
33. Ababoni na ukuba uAllâh Owadala amazulu nomhlaba Akasileli ekuwadaleni, Uyakwazi ukunika ubomi kwabafileyo? Ewe nje! Yena Unamandla ngaphezulu kweento zonke.
34. K kalok ngeMin ab bangakholway besondezwa eMlilweni (kuya kuthiwa kubo), "Asiyonyani na le?" baya kuthi bona, "Ewe, (yiyo sifunga) ngeNkosi yethu." Uya kuthi

Yena (uAllâh), “Ngcamlani isohlwayo ke kuba nina naye anakholwa.”

35. Ngoko ke yiba nomonde, njengabo babezimisele kubaThunywa ungaphelelwa ngumonde kananjalo ngokuphathelene nabo (bangakholwayo). Iya kuba ngathi (ngaloo) Mini bathenjiswe ngayo azanga baba semhlabeni ngaphandle kweYure yemini. Sisaziso (ke esi). Kodwa ingaba ukhona na oza kutshatyalaliswa ngaphandle komntu odelelayo nongenantobeko?

ISahluko 47
MUHAMMAD 47

Egamenilika-Allâh, uSolubabalo,uSozinceba.

Icandelo I

1. Abo bangakholwayo baze bathintela (abantu) ukuba bangangeni eNdleleni ka-Allâh, Uya kuzilahla izenzo zabo.
2. Ke bona abo bakholwayo, benze izenzo ezilungileyo, bakholwe nakoko kutyhilwe kuMuhammad yaye kuyinyaniso evela eNkosini yabo, Yona Iya kuguzula izenzo zabo ezingendawo kubo, Ibaphuculele imeko yabo.
3. Oko kungenxa yokuba abo bangakholwayo balandela ubuxoki kanti bona abo bakholwayo balandela inyaniso evela eNkosini yabo. Ubenzela kanjalo ke uAllâh abantu umzekelo wabo.
4. Ngoko ke xa nigagana nabo bangakholwayo (edabini) bageceni iintamo (zabo) nide xa niboyisile ngobuninzi (babo), nigcine abathinjwa babo nize nithi ukuba niyathanda nibenzele inceba okanye nibakhulule ngentlawuliso de imfazwe yothule imigodlo yayo[1]. Lowo (ngumyalelo ka- Allâh). Kananjalo ukuba uAllâh Ebethandile ngezithabathele impindezelo ngokwaKhe kodwa Uye (Wayalela umzabalazo wezixhobo) ukuvavanya abanye benu ngabanye. Kananjalo uAllah Akasokuze ayisingele phantsi imisebenzi yabo babulawa endleleni yaKhe.
5. Yena Uya kubakhokela Aphucule imeko yabo.
6. Abangenise ePaladesi, (leyo) Ayenze yazeka kubo.
7. Hini na nina bakholwayo, ukuba nincedisa uAllâh; Uya kunincedisa nani, Amilisele iinyawo zenu ngokuqinileyo.

1 Ukothula kwemfazwe imigodlo yayo (47:4) kuthetha ukuba kude kubekwe phantsi izikhali okanye izixhobo imfazwe

8. Kodwa abo bangakholwayo; okwabo yimbandezelo kwaye Yena Uya kuyisingela phantsi imisebenzi yabo.
9. Oko kungenxa yokuba bekuchasile oko uAllâh Akutyhilileyo, (i'Kur'ân), ngoko ke Wenze izenzo zabo azabi nto yanto.
10. Kanti abahamba-hambanga na elizweni, babone ukuba saba njani na isiphelo sabo babandulelayo? UAllâh Watshabalalisa (yonke into) phezu kwabo ukanti (okulindele) abangakholwayo (ikwa) yinto ekwanjengaleyo.
11. Oko kungenxa yokuba uAllâh nguMkhuseli wabo bakholwayo kwanokuba abangakholwayo abanamkhuseli.

Icandelo 2

12. Inene uAllâh Uya kubangenisa abo bakholwayo, benza imisebenzi elungileyo eMiyezweni ekumpompoza imilambo, ngaphantsi kwayo kodwa bona abo bangakholwayo bayazonwabisa batye okwezilwanyana ezitya ingca kanti uMlilo iya kuba likhaya labo.
13. Zingaphi izixeko ezaziluqilima kunesixeko senu (iMakkah) (sixeko eso saseMakkah) sakugxothayo wena (Muhammad)? Sazitshabalalisa ke Thina: yaye akuzanga kubekho mncedi wazo (ezo zixeko).
14. Ingaba lowo usebungqineni obucacileyo obuvela eNkosini yakhe uyafana na nalowo ukungcola kwezenzo zakhe akuhonjiselweyo, nabo balandela iminqweno yabo?
15. Ingaba umzekelo wePaladesi, leyo abakholwayo bathenjiswe ngayo, ekumpompoza imilambo, emanzi ayo angaphithikezwanga, imilambo yobisi encasa yalo ingaguqukiyo, imilambo yewayini emnandi kwabo bayiselayo, nemilambo yobusi obuhlambulukileyo, abaza kufumana kuyo zonke iintlobo zeziqhamo noxolelo lwezono oluvela eNkosini yabo, iyafana na neyalowo uza kuhlala eMlilweni

ngonaphakade enikwa amanzi atshisayo aza kubuxula amathumbu wakhe?

16. Phakathi kwabo (Muhammad) kukho abo bakuphulaphulayo, de bemke kuwe, bathi kwabo babenikwe ulwazi, "Yintoni le agqiba ukuyitsho ngoku?" Abo ke ngabo uAllâh Atywine iintliziyo zabo, abalandela iminqweno yabo (engendawo).
17. Ke bona abo bakhokelelekileyo Uyabongezelelela isiKhokelo Abanike ubulungisa babo.
18. Ingaba balinde nto yimbi na ngaphandle kokuba iYure isuke ibafikele bengalindelanga? Kodwa sele zifikile kakade iimpawu ezithile (zayo) Iya kunceda ke inkumbulo[2] yabo xa sele ifikile?
19. Yazi ke wena okokuba akukho thixo wumbi ngaphandle koAllâh, ucele netarhu ngesono sakho, nangezamakholwa namakholwakazi. Kwaye uAllah Unolwazi ngentshukumo yenu nendawo yenu yokuphumla.

Icandelo 3

20. Abo bakholwayo bathi, "Kutheni na kungekho Sûrah ithunyelweyo kodwa isakuthunyelwa iSûrah echanekileyo, nokulwa kukhankanyiwe kuyo, ubabone abo bantliziyo zabo zinesifo (sobuhanahanisi) bekujonge (ndlaa) oku komntu ofunyenwe kukufa. Ke kaloku okona bekuya kubalungela ngakumbi bona
21. Yintobeko namazwi alungileyo, naxa umbandela (wokulwa) ubusele usekiwe, ukuba bebenyanisekile kuAllâh, bekuya kuba ngcono oko kubo.
22. Ingaba nina ukuba mhlawumbi beninokujibilika, beniza kwenza ubutshinga emhlabeni niqhawule amaqhina okuzalana (nezizalwana zenu)?

2 Kuya kubanceda ngantoni ukumkhumbula kwabo uAllâh xa iYure leyo sele ifikile (47:18), ekubeni ixesha eli lonke bebehleli bengamnanzanga?

23. Abo (benza oko) ngabo uAllâh Abaqalekisileyo, ngoko ke Ubenze baba nobuthulu, Wabaphanyaza nokubona kwabo.
24. Kanti abayicamngcisisi na i'Kur'ân, okanye kukho izitshixo ezintliziyweni zabo?
25. Inene abo baye batyibilika babuyela (ekungakholweni) emva kokuba isiKhokelo besele sifikile kubo uShaytân ubarhwebeshile walolula nethemba labo (lobuxoki).
26. Oku kungenxa yokuba bathi kwabo bakuchasileyo oko uAllâh Akutyhilileyo (i'Kur'ân), "Siya kunithobela kwinxalenye yombandela." Kodwa Yena uAllâh Uyayazi imfihlelo yabo.
27. Kazi okokuba kuya kuba njani na xa iingelosi zibathabatha (ngethuba) lokufa kwabo, zibabetha ebusweni babo nasemiqolo yabo!
28. Oko kungenxa yokuba baye balandela oko kwavusa umsindo ka-Allâh bachasa oko kuMkholisayo, Waza Wazenza zabubuvuvu izenzo zabo.

Icandelo 4

29. Ingaba mhlawumbi abo bantliziyo zabo zinesifo bacinga ukuba uAllâh Akayi kuziveza elubala (iimbono) zabo eziyinkcaso?
30. Kananjalo ukuba beSithanda beSingabaveza kuwe, yaye ubuza kubazi ngophawu lwabo; kodwa uza kubazi ngemvakalo zwi yentetho yabo. Kwaye uAllâh uyazazi izenzo zenu.
31. Ke kaloku Siya kunivavanya de bacace abo bazabalazela (iNdlela ka-Allâh) phakathi kwenu nabanomonde, yaye Siya kuyicikida imibandela yenu.
32. Inene abo bangakholwayo, bathintela (abanye) eNdleleni ka-Allâh, baphikise uMthunywa (uMuhammad) emva kokuba isikhokelo sicacile kubo asokuze bamenze bubi uAllâh, kwaye Yena Uya kusuka Enze izenzo zabo zibe yinto engento.
33. Hini na nina bakholwayo, thobelani uAllâh, nithobele uMthunywa ningatshitshisi izenzo zenu (ngokungamthobeli).

34. Inene abo bangakholwayo, bathintela abanye eNdleleni ka-Allâh baze bafe besengabangakholwayo, Akasokuze abaxolele uAllâh.
35. Ngoko ke ningatyhafi nicele ukuba makube luxolo (imfazwe iphele) lo gama inini abangentla; kwaye uAllâh Ukunye nani Engasokuze Anibandezele umvuzo wezenzo zenu.
36. Inene ubomi beli hlabathi lulonwabo (lobuxoki) yaye buya phambukisa. Kanti ke ukuba niyakholwa, noyike uAllâh, Yena Uya kuninika imivuzo yenu yaye Akayi kucela izinto zenu.
37. Ukanti ukuba Ebenokuzicela kuni, beniya kuzinkonya, yaye Ebeza kuyiveza elubala inkcaso yenu.
38. Apha ke nina ningabo bamenyelwa ukuba banikele (ngamalizo) eNdleleni ka-Allâh kodwa phakathi kwenu kukho abo banobugqolo. Nabani na ke onobugqolo (abanjalo) banjalo ngokuchasene neziqu zabo. Yena uAllâh Akadingi nto ukanti nini abadingayo. Ke kaloku ukuba nithe natyibilika narhoxa eNdleleni, Yena Uya kwenza abanye abantu endaweni yenu bona ke abayi kuba njengani.

ISahluko 48
AL-FATH (ULOYISO) 48

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Inene Thina Sikunikile wena (Muhammad) uloyiso olucacileyo.
2. UKuze uAllâh Akukuxolele izono zakho zamandulo nezexesha elizayo, Agqibelelise uBabalo lwaKhe kuwe, Akukhokelele eNdleleni ethe Tye,
3. Kwaye uAllâh Uya kukunceda ngoncedo olumandla.
4. NguYe Owathumela inzolo ezintliziyweni zamakholwa ukwenzela ukuba ongezeleleke ukholo phezu kokholo lwawo yaye yeka-Allâh imikhosi yamazulu nomhlaba kananjalo uAllah nguSolwazi, uSobulumko.
5. Ukuze Angenisa amakholwa namakholwakazi eMiyezweni ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo, bahlale apho ngonaphakade, Abasusele izenzo zabo ezigwenxa kubo Oko ke yimpumelelo enkulu kuAllâh.
6. Nokuba Uza kubohlwaya abahanahanisi nabahanahanisikazi, abakhonzi bezithixo nabakhonzazana bezithixo, nabo bacinga iingcinga ezingcolileyo ngoAllâh. Phezu kwabo kukho ishwangusha eliluhlobo olungcolileyo kwaye uAllâh Unomsindo ngokubhekisele kubo, Wabaqalekisa nokubaqalekisa, Wabalungiselela isiHogo, Hayi ukungcola kwesiphelo sohambo lwabo.
7. Ke kaloku yeka-Allâh imikhosi esemazulwini nasemhlabeni. Kananjalo uAllâh nguSobunganga, uSobulumko.
8. Inene wena, Sikuthumelele ukuba ube lingqina nomvakalisi weendaba ezivuyisayo noMlumkisi.

9. Kwanokuba nina nikholwe kuAllâh noMthunywa waKhe nimhloniphe nimenzele imbeko (uMuhammad), NiMzukise (uAllâh) ekuseni nangenjikalanga.
10. Inene abo benza isifungo sesibophelelo kuwe (Muhammad) bona enyanisweni benza isifungo sesibophelelo kuAllâh. ISandla sika-Allâh siphezu kwezandla zabo. Ke lowo waphula isithembiso sakhe, usaphula ngokuchasene nesiqu sakhe. Lowo uzalisekisa oko athembise ngako kuAllâh, (uAllâh) Uya kumnika umvuzo omkhulu.

Icandelo 2

11. Ke kaloku abo baye bashiyeke ngemva bangama-Arabhu asentlango, baza kuthi kuwe, "Iimpahla zethu neentsapho zethu ziye zasibambezela, ngoko ke wena sicelele itarhu (kuAllâh)." Bona bathetha ngamalwimi abo okungekho zintliziyweni zabo. Yithi, "Ngubani ongathintela uAllâh xa Enokuthi Athande ukuba nihlelwe kokubi okanye Athande ukuba nihlelwe kokuluncedo? Nakanye, uAllâh Ukwazi konke enikwenzayo.
12. Kodwa nina nanicinga okokuba uMthunywa (uMuhammad) namakholwa asokuze baphinde babuyele kwiintsapho zabo kananjalo oko kwenziwa kwakuhle ezintliziyweni zenu. Nina nacinga iingcinga ezingcolileyo naza naba ngabantu abatshabalalayo."
13. Nabani na ongakholwanga kuAllâh nomthunywa waKhe (Muhammad) inene abangakholwanga sibalungiselele iDangatya (loMlilo).
14. Loluka-Allah ulongamelo lwamazulu nomhlaba, Uxolela lowo Athande ukumxolela Ohlwaye lowo Athande ukumohlwaya. UAllâh nguMxoleli, uSozinceba.

15. Abo babeshiyeke ngemva baza kuthi xa nisiya kuthabatha ixhayelo; “Masinilandele nathi.” Banqwenela ukuguqula amazwi ka-Allâh. Yithi,

“Aningekh nisilandele. Sel Etsh njal uAllâh kwangaphambili.” Baya kuthi ke bona, “Nini nje abasimonelayo” kodw (enyanisweni) babengaqiq nto ngaphandle kokuncinane.

16. Yithi ke kwabo babeshiyeke ngemva bangama-Arabhu ase ntlango:“Nizakubizwa(niqubisane) nabantuabanomkhosi onamandla (ngakumbi) niya kulwa nabo ke okanye bona bazinikele, (kuni) ngoko ke ukuba niyathobela uAllâh Uya kuninika umvuzo olungileyo; kodwa ukuba niyajibilika njengoko nanijibilikile ngaphambili, Uya kunohlwaya ngesohlwayo esibuhlungu.”

17. Akukho tyala koyimfama, okanye kosisiqhwala okanye kogulayo (ngokushiyeka kwabo ngasemva) Nabani na ke othobela uAllâh noMthunywa waKhe Uya kumngenisa emiyezweni ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo: kodwa lowo ujikayo emke, Uya kumohlwaya ngesohlwayo esikhulu.

Icandelo 3

18. Inene uAllâh Wakholiseka ngamakholwa xa ayesenza isifungo sesibophelelo kuwe (Muhammad), phantsi komthi, kwaye Wayekwazi okusentliziyweni zawo, Waza Wathulula inzolo nokwaneliseka komphefumlo phezu kwawo Wawavuza ngoloyisokazi olukhawulezileyo.

19. Kananjalo lininzi ixhayelo lemfazwe abaya kulithatha kwaye uAllâh nguSobunganga, uSobulumko.

20. UAllâh Unithembise ixhayelo elininzi eniya kulithatha Waza Wanikhokelela eNdleleni ethe Tye yaye Uye kananjalo wanikhawulezisela oku, Wazibamba nezandla zabantu

ngokuchasene nani khona ukuze oko kube ngumqondiso kumakholwa kwanokuba Anikhokelele eNdleleni ethe tye.

21. Kananjalo Unithembise nangolunye (uloyiso) eningekafikeleli kulo kodwa Yena uAllâh Sele eligubungele, kwaye uAllâh Unamandla ngaphezu kwezinto zonke.

22. Ke kaloku ukuba abo (bantu baseMakkah) bangakholwayo bebeza kulwa nani, bebeza kunizela ngemiva (banibaleke). Bebengazi kufumana mkhuseli namncedisi.

23. (Le) yiNdlela emiselweyo ka-Allâh eyayikho nanangaphambili yaye awusokuze ufumane kuguquka eNdleleni ka-Allâh.

24. Kananjalo nguYe Owabamba izandla zabo ukuba zingafikeleli kuni nezandla zenu ukuba zingafikeleli kubo (ngexesha) laseMakkah emva kokuba Waye nenze naba nokuboyisa. UAllâh nguSokubona woko nikwenzayo.

25. Bona (abantu baseMakkah) yayingabo ababengakholwa benithintela ukuba ningangeni eMasjid al-*Harâm* lo gama idini lomnikelo lalithintelekile ukuba lifikelele kwindawo yokunikelwa kwalo. Ke kaloku ukub kwakungekho ngenxa yamakholwa namakholwakazi enaningawazi nina ukuba ningasuke niwanyathele (niwabulale) kwanokuba naniya kuhlelwa kukungaxabiseki ngenxa yabo ningazi, ngenanivunyelwe ukuba ningene (eMakkah). (Oku kwaba njalo) khona ukuze uAllâh Angenise encebeni yaKhe lowo Athande ukumngenisa. Ukuba abakholwayo babengekho kunye nabo (eMakkah) ngesasibohlwayile abo bangakholwayo phakathi kwabo ngesohlwayo esibuhlungu.

26. Yabona! Abo bangakholwayo bathi besakuba nenkukhumalo nekratshi, inkukhumalo yemihla yokungazi, Yena uAllâh Wathululula ukuthozama phezu koMthunywa waKhe naphezu kwamakholwa, wayalela phezu kwawo ilizwi lobunyulu, yaye ayefanelekile lilo ilizwi elo yaye uAllâh nguSolwazi wezinto zonke.

Icandelo 4

27. Inene uAllâh Uza kuwufezekisa umbono wokwenyani Awawubonisa uMthunywa waKhe. Inene nina (maMuslim) niza kungena eMasjid al-*Harâm*, uAllâh Ethandile, ngenene nangenyaniso, nichebe iintloko zenu, iinwele zenu ziphungulwe, ningoyiki bani. Yena (uAllâh) Wazi ebeningakwazi yaye Ucwangcise kwangaphambili kunoko uloyiso olukufuphi nolo (kungekudala).
28. NguYe Owathumela uMthunywa nesiKhokelo nenkolo yenyaniso ukuba Ayibonakalise (icace) ngaphezulu kweenkolo zonke, yaye uAllâh liNgqina elaneleyo
29. UMuhammad nguMthunywa ka-Allâh ukanti abo bakunye naye bangqwabalala kwabangakholwayo, banenceba phakathi kwabo (bodwa). Ubabona begoba, bequbuda (emthandazweni), befuna ubuBele buka-Allâh nokuthandwa nguYe. Uphawu lwabo lusebusweni babo (emabunzini) oluvela kumzila wokuqubuda. Ngumzekelo wabo ke lowo kwiTorah, kanti umzekelo wabo kwiVangeli unjengesityalo esivelisa iingcambu zaso, size sizomeleze ukuze sintshule siqine sime ngesiqu saso, sivuyise umlimi (waso) khona ukuze (uAllâh) Abahlahlambise abangakholwayo. UAllâh Uthembise abo bakholwayo, benza izenzo ezilungileyo phakathi kwabo, ngoxolelo lwezono, nomvuzo omkhulu.

ISahluko 49
AL-HUJURÂT (IZINDLU) 49

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Hini na nina bakholwayo musani ukukhokela uAllâh noMthunywa waKhe (ngokuthabatha isigqibo), kananjalo moyikeni uAllâh, inene! UAllâh nguSokuva, nguSolwazi.
2. Hini na nina bakholwayo, musani ukuphakamisa amazwi enu abe ngentla kwelizwi loMprofeti (uMuhammad) okanye nikhwaze xa nithetha naye njengokukhwazana kwabanye benu, hleze izenzo zenu zibe yinto engento, nibe nina ningazi.
3. Inene abo bathoba amazwi abo phambi koMthunywa ka-Allâh, bona bangabo iintliziyo zabo uAllâh Azivavanyele ubunyulu, okwabo luxolelo lwezono nomvuzo omkhulu.
4. Inene abo bakukhwaza emva kwezindlu, uninzi lwabo alunangqiqo.
5. Ukuba bebenokulinda ude uphume uze kubo, bekuya kuba kokona kulungileyo oko kubo. Kodwa uAllâh nguMxoleli uSozinceba.
6. Hini na nina bakholwayo, xa kufika kuni (umntu) oyi*Fâsi'k*[1] (esiza) nengxelo, phandani, kuba hleze nonzakalise abantu ningazi ngoko nikwenzileyo, nizisole (emvakoko).
7. Yazini into yokuba phakathi kwenu kukho uMthunywa ka- Allâh. Ukuba ngaba ebeza kuthobela nina kwizinto ezininzi, beniya kuba sebunzimeni, kodwa uAllâh Unibonelele ngokholo, Walwenza lwathandeka nasezintliziyweni zenu,

1 1 Umntu oyi*Fâsi'k* (49:6) ngumntu ongahambi ngokwemigaqo yeIslam ukutsho oko ngumenzi wokuzithandela, kodwa eliMuslim, ukwaziwa nangelokuba ungumenzi wobubi.

Wenza kwathiyeka kuni ukungakholwa, indelelo, nokungabi nantobeko. Abo (banjalo) ngabona bakhokelelekileyo.

8. (Obo) bubuBele obuvela kuAllâh noBabalo kwaye uAllâh nguSolwazi uSobulumko.

9. Ke kaloku ukuba ngaba amaqela amabini angamakholwa ayalwa, yenzani uxolelwaniso phakathi kwawo omabini. Kodwa ukuba elinye kuwo lenza ugabadelo kwelinye, yilwani nelo lenza ugabadelo de libuyele emgaqweni ka- Allâh. Ukuba liyabuyela ke yenzani uxolelwaniso phakathi kwawo ngokusebulungiseni, (nani) nenze ngokobulungisa ngokuba uAllâh Uyabathanda abo banobulungisa.

10. Amakholwa wona ngabazalwana, ngoko ke yenzani uxolelwaniso phakathi kwabazalwana benu. Noyike uAllâh kananjalo ukuze nizuze (ukwenzelwa) inceba.

Icandelo 2

11. Hini na nina bakholwayo, makungabikho bantu benza intlekisa ngabanye abantu, (kunokwenzeka) mhlawumbi (kuthi kanti) bona (aba kuhlekiswa ngabo) ngabona bangcono kunabo; kungabikho bafazi kananjalo abenza intlekisa (ngabanye) abafazi (kunokwenzeka) mhlawumbi (kuthi kanti) ngabo abangcono kunabo (bahlekayo). Kananjalo musani ukuthukana, ningabizani ngamagama eziqhulo ezikhubekisayo. Libi igama elisisiqhulo (elithetha) ububi emva kokuba (umntu amkele i-Islam) enokholo. Kananjalo lowo ungaguqukiyo ngabo banjalo ke abangabenzi bobubi.

12. Hini na nina bakholwayo kuphepheni ukukrokrela, inene, ezinye izikrokro zisisono. Kananjalo musani ukucuphana okanye nihlebane. Ingaba omnye apha kuni angathanda ukudla inyama yomntakwabo efile? Ningayonyanya. Yoyikani uAllâh ke; uAllâh nguMamkeli wenguquko, Unenceba.

13. Hini na bantu Sanidala ngendoda nomfazi, Sanenza nazizizwe neentlanga khon'ukuze nazane. Oyena uhloniphekileyo phakathi kwenu ngulowo uMoyika kakhulu uAllâh. Inene uAllâh nguSolwazi, Owazi konke
14. Ama-Arabhu asentlango athi, "Sikholiwe." Yithi, "Anikhanga (niqale) ukukholwa; qha nina yithani, 'Sizinikele (kwi-Islam)' ngokuba ukholo alukangeni ezintliziyweni zenu. Kanti ukuba niyaMthobela uAllâh noMthunywa waKhe, Akayi kunibandezela nto ngezenzo zenu. Inene uAllâh nguMxoleli, nguSozinceba."
15. Amakholwa kuphela akholwa kuAllâh nakuMthunywa waKhe, aze emva koko angathandabuzi koko wona azabalaza eNdleleni ka-Allâh ngezinto zawo nobomi bawo. Abo ngabo banyanisekileyo.
16. Yithi, "Ingaba niza kuxelela uAllâh ngenkolo yenu lo gama uAllâh Esazi okusemazulwini nasemhlabeni, kananjalo uAllâh Unolwazi ngaphezulu kwezinto zonke.
17. Bacinga ukuba benzela wena uvelwano (Muhammad) ngokwamkela kwabo i-Islam. Yithi, "Musani ukuthabatha ukwamkela kwenu i-Islam njengovelwano kum. Ukusuka apho uAllâh Wenzela nina ukuba Anikhokelele elukholweni, ukuba ninenyaniso."
18. Inene, uAllâh Wazi (iinkalo) ezingabonwayo zamazulu nomhlaba. Kananjalo uAllâh Uyakubona oko nikwenzayo

ISahluko 50
'KÂF 50

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. 'Kâf. Nge'Kur'ân eZukileyo.
2. Ke kaloku bamangaliseka kukuba kufike uMlumkisi kubo ephuma phakathi kwabo, yaye abangakholwayo bathi, "Yinto engumnqa le.
3. Sisakuba sifile sele siluthuli, (siza kuphinda sibuyiselwe ebomini)? Oko kukubuyela (emhlabeni) okukude."
4. Siyakwazi okwabo okucuthwa ngumhlaba, yaye kuThi kukho iNcwadi elondolozayo.
5. Kodwa bona bayiphikile inyaniso isakuba ifikile kubo. Ngoko ke bakwimo yokudideka.
6. Abajonganga na ezulwini ngentla kwabo ukuba Salakha njani, Salihombisa nokulihombisa kwanokuba kukanjani na ukungabi nazintanda kwalo?
7. Kanti nomhlaba Siwandlalile, Sabeka iintaba ezimile ngokuqinileyo apho kuwo, Senza kwahluma kuwo apho zonke izinto ezintle eziqatyanisiweyo (inkunzi nemazi).
8. Ezinika ukhanyiselo, nesikhumbuzi kuye wonke osisicaka esibuyelayo (kuAllâh).
9. Kananjalo Sithobe imvula esikelelekileyo isuka esibhakabhakeni Senza ngayo kwahluma izitiya neenkozo ezivela kwisivuno.
10. Nemithi emide yesundu ineziqhamo ezicwangciswe ngokwemiqolo eyalekeneyo
11. Umsindleko wezicaka (zika-Allâh), kananjalo Sinike ubomi ngayo (imvula) emhlabeni ofileyo. Lunjalo ke uvuko (lwabafileyo)

12. Abantu bakwaNûh baphika ngaphambili kunabo nabemi baseRassi[1] nabakwaThamûd.
13. Nabakwa-'Ad nabakwaFir'awn nabazalwana bakaLût
14. Nabemi basezinkunini nabantu baseTubba', ngamnye kubo wamphika uMthunywa wabo, saza isilumkiso saM sehla (phezu kwabo) ke.
15. Ingaba Sasilela kwindalo yokuqala kusini na? Kodwa basekudidekeni ngokuphathelene nendalo entsha.

Icandelo 2

16. Ke kaloku Samdala umntu yaye Siyakwazi okusetyezwa ngumphefumlo wakhe kuye. Kwaye Thina Sisondele kuye kunomthovutho[2] wakhe.
17. Xa abamkeli[3] ababini besamkela behleli ekunene nasekhohlo
18. Akukho nalinye ilizwi umntu alithethayo koko kuba sele kukho umqwalaseli osele elungele (ukubhala).
19. Kananjalo ukuyoba kokufa kuya kuza ngenyaniso; Oko koko ubukade ukuphepha.
20. Ke kaloku neXilongo liya kuvuthelwa. Leyo iya kuba iyiMini isilumkiso sasikhutshiwe (ngayo).
21. Umphefumlo ngamnye uya kuza nomqhubi (wawo) nengqina.
22. (Kuya kuthiwa kuwo), "Wena wawungayinanzanga (le Mini), Sisisusile ke (kengoku) isigqubuthelo kuwe, ukubona kwakho naMhlanje kubukhali."
23. Aze umqhubi wawo (ingelosi) athi, "Lo Umbhalo ukum, sele ulungiswe kakade."

1 IRass (50:12) isenokuba mhlawumbi sisixeko esikhankanywe kuSûrah yâsîn kwiVesi ye-13.
2 Umthovutho (50:16) ngumthambo wegazi owaziwa ngokuba yi'*jugular vein*'ngesiNgesi.
3 Abamkeli ababini (50:17) ziingelosi ezimbini ezifumaneka emntwini ngamnye zibhala izenzo zakhe

24. (UAllâh Uya kuthi), "Phosani esiHogweni wonke ongakholwayo oneenkani."
25. Mthinteli ndini wokulungileyo, mgabadeli ndini, mthandabuzi ndini
26. Lowo (walinganisa) thixo bambi noAllâh. "Mphoseni ke esohlwayweni esikhulu."
27. Umhlobo wakhe (uSathana) uya kuthi, "Nkosi yethu, asindim owamenza ukuba abe ngumgabadeli koko nguye ngokwakhe owaba sekulahlekeni (okwambeka) kude."
28. (UAllâh) Uya kuthi, "Musani ukuphikisana phambi kwaM, ekubeni Ndandinilumkisile kwangenxa engaphambili."
29. Ilizwi (elingummiselo) aliyi kuguqulwa kuM yaye Andisokuze Ndibe ngumsweli bulungisa kwizicaka (zaM).

Icandelo 3

30. NgeMini eSiya kuthi esiHogweni, "Ingaba ugcwele? Siya (kuphendula) sona sithi, "Ingaba kusekho abanye na?"
31. Ke kaloku iPaladesi iya kusondezwa kubenzi bokulungileyo, ingabi kude.
32. (Kuya kuthiwa), "Oku koko nanithenjiswe ngako (oko) kokwakhe wonke ongumbuyeli kuAllâh nomgcini womnqophiso waKhe,
33. Owamoyikayo uSozinceba, Ongabonwayo, wabuyela (kuYe) ngentliziyo (enenguquko).
34. Ngena kuyo (iPaladesi) ngoxolo. Le yiMini yaphakade."
35. Baya kufumana konke abakunqwenelayo apho, yaye kuThi kusekho nokunye okungaphaya koko.
36. Kanti zingaphi izizukulwana eSazitshabalalisayo ngaphambili kunabo, ezazinkulu kunabo ngamandla zityhutyhe ilizwe lonke, ikhona phofu indawo yokubalekela?

37. Inene kuko oko kukho inkumbuzo kuye nabani na onayo intliziyo okanye ophulaphulayo lo gama ekhona (ngokwasengqondweni).
38. Sawadala ngenene amazulu nomhlaba noko kuphakathi kuwo ngeentsuku ezintandathu kwaye akukho kudinwa kwaSichukumisayo.
39. Ke wena yiba nomonde ngoko bakutshoyo, uzukise (uAllâh) ngendumiso yeNkosi yakho phambi kokuphuma kwelanga naphambi kokutshona kwalo.
40. (Nakwinxalenye) yobusuku. Mzukise nasemva kokuqubuda (emthandazweni).
41. Ke kaloku uphulaphule ngeMini xa uMmemezi eya kumemeza kwindawo ekufuphi
42. NgeMini abaya kuva isithonga ngenyaniso. Leyo yiMini yokuphuma (emangcwabeni)
43. Inene Sithi abanika ubomi Senze nokufa yaye kuThi kulapho kuza kuphelelwa khona.
44. NgeMini umhlaba uya kuzahlukanisa nabo (baze baphume emangcwabeni abo) ngesaquphe; olo luqokelelo olulula kuThi.
45. Sikwazi kakuhle abakuthethayo, yaye wena awungomnyanzelisi phezu kwabo (wokubenza bakholwe ngenkani) kodwa ke wena khumbuza nge'Kur'ân nabani na lowo usoyikayo isilumkiso saM.

ISahluko 51
AD-DHÂRIYÂT (IMIMOYA EVUTHUZAYO) 51

Egameni lika-Allâh uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ndifunga (ngeMimoya) evuthuzayo.
2. (Nangamafu) athwala umthwalo onzima wamanzi.
3. Nangee (nqanawa) eziwiza kalula nangocoselelo.
4. Nangezo (ngelosi) zahlulahlula (izinto) ngokomyalelo (ka-Allâh).
5. Inene oko nithenjiswe ngako kuyinyaniso.
6. Kananjalo inene imbuyekezo iza kwenzeka
7. Ndifunga nangamazulu aneendlela
8. Inene nina nahlukile ngeentetho.
9. Olahlekiley wakud kuy (i'Kur'ân) ngulowo ulahlekisiweyo.
10. Abatshabalalayo ngamaxoki
11. Abaphantsi kwesigqubuthelo bengenanyameko.
12. Bayabuza, "Inini na iMini yembuyekezo?"
13. (Leyo) yiMini abaya kujingiswa ngayo eMlilweni.
14. (Kananjalo kuza kuthiwa kubo), "Ngcamlani isohlwayo senu ke. Oku koko naningenamonde ngako."
15. Inene wona amalungisa aya kuba phakathi kweMiyezo nemithombo,
16. Esamkela oko iNkosi yawo Iwanika kona. Kaloku wona aye aba ngabenzi bokulungileyo kwangaphambili.
17. Wona ayelala kancinane ebusuku,
18. Nangeeyure eziphambi konyezi ayeye acele itarhu (kuAllâh).
19. Kanti nasebutyebini bawo (kwakuye kukhutshwe) amalungelo (abahlwempuzekileyo), abangqibi nababandazelekileyo.

20. Ke kaloku emhlabeni kukho imiqondiso kwabanyanisekileyo (elukholweni)
21. Nakuni buqu. Kanti aniboni na?
22. Nasezulwini kukho imbonelelo yenu yako konke enithenjiswe ngako.
23. Ke kaloku (Ndifunga) ngeNkosi yamazulu nomhlaba, inene yona (i'Kur'ân) yinyaniso enjengokuba nithetha.

Icandelo 2

24. Ingaba ibali leendwendwe ezixabisekileyo zikaIbrâhîm lifikile na kuwe?
25. Ekungeneni kwazo emzini wakhe zathi, "(Siya nibulisa) ngoxolo. Waphendula yena, (nakuni makube) luxolo, nina ningabantu abangaziwayo."
26. Wahamba waya kusapho lwakhe wabuya nenyama yethole elityetyisiweyo elojiweyo.
27. Walibeka phambi kwazo (iindwendwe ezo); wathi, "Aniyi kutya na?"
28. Waziva enokuzoyika. Zathi zona, "Ungoyiki," zamnika iindaba ezivuyisayo zenkwenkwana enolwazi.
29. Ke kaloku umkakhe weza kuye ngesikhalo (somothuko) ezibetha ubuso bakhe, esithi, "(Mna ndingumfazi) oludlolwazana nje!"
30. Zathi zona, Itsho njalo ke iNkosi yakho; inene yona nguSolubabalo, uSolwazi.
31. UIbrâhîm wathi, "Myalezo mni na (lo) nize ngawo (apha) kanye kanye nina ziThunywa?"
32. Zathi zona, "Inene thina sithunyelwe kubantu abazizaphula-mthetho.
33. Ukuba sithulule phezu kwabo amatye odongwe
34. Aphawulelwe abagabadeli phambi kweNkosi yakho."
35. Ngoko ke Sakhupha (wonke) olikholwa phakathi apho.

36. Kananjalo aSizanga Sifumane mntu ngaphandle komzi omnye wamaMuslim (umzi kaLût neentombi zakhe).
37. Sashiya umqondiso apho kwabo basoyikayo isohlwayo esibuhlungu.
38. Kananjalo kuMûsâ (kwakukho umnqondiso), ukumthumela kweThu kuFir'awn negunya elicacileyo.
39. Kodwa (uFir'awn) watshikila nabalandeli bakhe, wathi: "(UMûsâ) ngumenzi wemilingo okanye iphambana."
40. Samntywilisela elwandle yena namadoda omkhosi wakhe ngenxa yokuba wayesoleka.
41. Nakuma-'Ad (wabakhona umnqondiso), xa Sathumela umoya oludlolo[1] (owavuthuzayo ngokuchaseneyo nabo).
42. Awuzanga usindise nenye into owawubhudla phezu kwayo koko wayishiya itshabalele, ibubutyobo.
43. NakwaThamûd, xa kwathiwa kubo, "Yibani nizonwabisa okwethutyana."
44. Bona baba nendelelo ngokubhekiselele kumyalelo weNkosi yabo, ngoko iindudumo zabahlasela besajongile.
45. Azanga bakwazi ukuvuka ke, bengazanga bakwazi nokuzikhusela.
46. Kananjalo Satshabalalisa abantu bakwaNûh ngaphambili, inene, bona babengabantu, abagabadelayo.

Icandelo 3

47. Thina Sawabumba amazulu ngezandla (ngamandla). Inene, Thina Siyakwazi ukwandisa ukwandlaleka kwephakade
48. Nomhlaba Siwandlalile, Hayi ubuncutshe boMlungiseleli (wendalo).

1 Udlolo lomoya (51:41) ngumoya ongathwele nto ilulutho ebantwini nakwindalo yonke ngamanye amazwi ngumoya ongezi namvula ongenaso nesinjani isinyakamisi somhlaba.

49. Kwizinto zonke Sidale amaqabane (azo) ngambini khona ukuze nikhumbule (iziBele zika-Allâh).
50. Balekelani kuAllâh ke ngoko. Inene mna ndinguMlumkisi kuni ocacileyo.
51. Musani ukwayamanisa thixo wumbi kuAllâh. Inene mna ndinguMlumkisi ocacileyo kuni.
52. Kwangokunjalo akuzanga khe kufike nawuphi na uMthunywa kwabangaphambili kunabo bangathi, "Umenzi wemilingo okanye iphambana."
53. Ingaba babecetyiswe ngabo[2] ukuba benze le nto? Nakanye bona buqu bangabantu abagabadela batsiba imida (ekungakholweni).
54. Bayeke ke wena (Muhammad) kuba akuyi kusoleka. (njengoko uwuvakalisile umyalezo kubo).
55. Bakhumbuze kananjalo, kuba inene inkumbuzo ilulutho kumakholwa.
56. Kananjalo aNdidalanga abantu nee*Jinni* ngaphandle (kokubadalela) ukuba banqule Mna.
57. Andinasixhaso Ndisifunayo kubo, Ndingafuni nakondliwa ngabo Mna.
58. Inene nguAllâh OnguMondli, uMninimandla amakhulu.
59. Ke kaloku inene okwabo benza ubugwenxa sisabelo (sesohlwayo) esinjengesabelo sabahlobo babo (abalandulelayo eli). MabangaNdingxamisi ke (ngesohlwayo).
60. Yeha ke kwabo bangakholwayo kwiMini abathenjiswe ngayo.

2 UAllâh (51:53) apha ubuza ukuba njengokuba nabantu bexesha loMthunywa wakhe uMuhammad babesithi ungumenzi wemilingo, uyaphambana. Ingaba le nto babeyifumana kubantu ababephila nabaProfeti bamandulo kusini na ngokuba anabo babesithi, ngabenzi bemilingo bayaphambana?

ISahluko 52
AT-TÛR (INTABA YETÛR) 52

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. (Ndifunga ngeNtaba) yeTûr
2. NangeNcwadi ebhaliweyo.
3. Kumacwecwe avulwe ondlalwa.
4. NangoMzi[1] ohanjelwa rhoqo
5. Nangophahla (isibhakabhaka) oluphakamele phezulu
6. Nangolwandle oluzele (ngumlilo),
7. Inene isohlwayo seNkosi yakho siza kwenzeka.
8. Ngokuba akukho mthinteli (waso).
9. NgeMini izulu liya kuzamazama ngokujikelezayo,
10. Neentaba zigqithe zimke.
11. Yeha ke ngalooMini kubaphiki,
12. Abancokola amampunge bezonwabisa.
13. Ngemini abaya kutshovelwa eMlilweni wesiHogo ngamandla
14. (Kuya kuthiwa kubo), “Nangu ke lo Mlilo naniwuphika.
15. Ngumlingo na lo, okanye aniboni?
16. (Ngenani ke) nitshe phakathi apho; yibani nomonde okanye ningabi namonde kuyafana kuni. Nihlawulwa ngoko nakwenzayo kuphela.
17. Inene amalungisa aya kuba semiyezweni naselonwabeni.
18. Esonwabela oko iNkosi yawo Iwanike kona, Ibe neNkosi yawo Iwakhusele esohlwayweni soMlilo wesiHogo.
19. (Kuya kuthiwa kwabakholwayo), “Yityani, nisele, naneliseke ngenxa yoko nakwenzayo.”

1 Umzi ohanjelwa rhoqo (52:4) yiNdlu yokukhonza yeengelosi ekwizulu lesixhenxe, efana neKa’ bha emhlabeni.

20. Baya kuba bengqiyamile ezitroneni ezidwelisiweyo, kananjalo Siya kubatshatisa neembelukazi zabafazi abanamehlo amakhulu (amahle).
21. Abo baya bakholwa abantwana babo balandela ekhondweni labo ngokholo Siya kubadibanisa nenzala yabo, kwaye aSiyi kubabandeza nto kwizinto zabo. Umntu ngamnye awakusebenzelayo kugciniwe.
22. Kananjalo Siya kubapha iziqhamo nenyama nantoni na abaya kuyinqwenela.
23. Baya kunikana indebe (yewayini) apho akuyi kubakho ntetho imbi nakwenziwa kwasono.
24. Kuya kuhamba hamba phakathi kwabo (izicaka) ezingamakhwenkwana azele ukulungiselela bona, engathi ziiperile ezilondoloziweyo.
25. Ke kaloku baya kusondelana babuzane.
26. Baya kuthi, "Inene thina kwixesha elidlulileyo esasikunye nabantu bakuthi ngalo sasisoyika (ukumenza umsindo uAllâh).
27. Waza uAllâh Wasibonelela ngobuBele baKhe, Wasikhusela kananjalo kwisohlwayo soMlilo otshisayo.
28. Inene sasidla ngokucela kuYe ngaphambili. Inene, nguYe OnguMncedi, uSozinceba.

Icandelo 2

29. Ngoko ke wena (Muhammad) khumbuza kuba wena ngoBabalo lweNkosi yakho akungosiyavumisa okanye umntu ophambeneyo.
30. Okanye bathi (ngawe), "Yimbongi esilindele ukuba ihlelwe lilishwa lexesha?"
31. Yithi wena, "Lindani kaloku, kuba nam phakathi kwenu ndingomnye wabalindileyo!"

32. Makube mhlawumbi ziingqondo zabo ezibayalela ukuba (batsho) obu (buxoki ngawe Muhammad), okanye (bona) bangabantu nje abagabadeleyo?
33. Okanye bathi, "Uyiqambe ngokwakhe (i'Kur'ân)?" Yeha bona abakholwa!
34. Mabavelise isicengcelezo esifana nayo (i'Kur'ân) kaloku ukuba bathetha inyaniso.
35. Makube mhlawumbi badalwa ngento engekhoyo? Okanye ngabo abangabadali?
36. Makube mhlawumbi ngabo abadala amazulu nomhlaba? Nakanye abaqinisekanga.
37. Makube mhlawumbi banoovimba (bobutyebi) beNkosi yakho, Okanye bangabalawuli babo (oovimba abo)?
38. Okanye banomchankcatho (wokuya ezulwini) abaphulaphula ngawo (iimfihlelo zezulu)? Ukuba kunjalo, umphulaphuli lowo wabo makaze nobungqina obucacileyo kaloku.
39. Okanye Yena (uAllâh) Uneentombi nibe nina ninoonyana?
40. Okanye wena (Muhammad), ubabiza intlawulo (ngalo myalezo) ukuze bazive besindekile ngumthwalo (wetyala lentlawulo)?
41. Okanye banolwazi lokungabonwayo, abalubhala phantsi?
42. Okanye baqulunqa icebo? Kodwa abo bangakholwayo ngabo ekuqulunqwa ngabo nje!
43. Okanye banomnye uthixo ongaphandle koAllâh? Makazukiswe uAllâh Ongentla kwayo yonke into abayayamanisa naYe.
44. Ke kaloku xa benokubona iceba lisiwa livela esibhakabhakeni bangathi, "Ngamafu (njee) ayinqumba!"
45. Bayeke ke wena bade badibane neMini yabo abaya kubethwa bengaqondi.
46. Mini leyo icebo labo lingayi kubanceda nto, bengayi kuncedwa nakuncedwa.
47. Inene kwabo benze ubugwenxa sisohlwayo esingaphandle kweso kodwa uninzi lwabo alwazi.

48. Ke kaloku wena (Muhammad) yiba nomonde ngesigqibo senkosi yakho kuba inene wena usemehlweni eThu, kananjalo zukisa (uAllâh) ngendumiso yeNkosi, yakho xa uvuka.
49. Nangenxalenye yobusuku Mzukise Yena nasemva (kokutshona) kweenkwenkwezi.

ISahluko 53
AN-NAJM (INKWENKWEZI) 53

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba

Icandelo 1

1. (Ndifunga) ngenkwenkwezi xa isihla.
2. Ugxa wenu (uMuhammad) akalahlekanga yaye akenzanga mpazamo.
3. Engathethi okomnqweno wakhe.
4. Asinto yimbi (le 'Kur'ân) ngaphandle kokuba sisiTyhilelo esityhiliweyo.
5. Ufundiswe ngonamandla amakhulu (uJibrîl).
6. Ongenasiphene, yena waphakama waba ngemo yakhe yokwenene.
7. Lo gama wayephezulu elundini.
8. Weza, wehla phantsi,
9. Waba kumgama ongangobude bezaphetha ezibini okanye nganeno (kunoko).
10. Watyhila (uJibrîl) kwisicaka saKhe (uAllâh) awakutyhilayo.
11. Intliziyo (ingqondo) ayizanga ixoke ngoko yakubonayo.
12. Niza kumphikisa na nina ngoko wakubonayo?
13. Kananjal wambon yen (uMuhammad) ngenene kwisihlandlo sesibini.
14. Ngakwi*Sidratul Muntaha*[1],
15. Kufutshan nay (i*Sidratu Muntaha*) kukh umyezo wokhuseleko (iPaladesi).
16. Yabona wathi usakugqunywa uMthi womLote yiloo nto yayiwugqumile!

1 *Sidratul Muntaha* (53:14) ngumthi womLote osezulwini okanye emdeni wezulu lesixhenxe ekungekho bani uvumelekileyo ukuwugqitha.

17. Amehlo (OMprofeti uMuhammad) akalaqaza (ajonge kwenye indawo) engazanga agabadele.
18. Yena (wayibona ngenene eyona miqondiso mikhulu yeNkosi yakhe.
19. Ke (nina) nibajongile na ooAl- Lat- noAl 'Uzzâ[2]?
20. NoManât, ongowesithathu kubo?
21. Ingaba okwenu ngabesiduna na ize kuYe ibe ngabesikhomokazi?
22. Oko ke (ukuba kunjalo) kukwaba okungenabulungisa!
23. (Lawo) akanto yimbi ngaphandle kokuba ngamagama (njee) eniziqambele ngokwenu nina kunye nookhokho benu (magama lawo) uAllâh Angathumelanga gunya (ngawo) Abalandeli nto ngaphandle koqash-qash noko kunqwenelwa yimiphefumlo yabo, ukanti sele sifikile kubo isiKhokelo esivela eNkosini yabo.
24. Ingaba umntu unako (konke) akunqwenelayo?
25. Kodwa uBomi belizayo bobuka-Allah nobokuqala[3]

Icandelo 2

26. Zingaphi iingelosi ezisezulwini ezintethelelo yazo ingayi kunceda nto ngaphandle kokuba uAllâh Ade Anike imvume kulowo Athande ukumnika namamkeleyo?
27. Inene abo bangakholwayo kuBomi oBuzayo bathiya iingelosi amagama esikhomokazi,
28. Yaye malunga noko abanalwazi, akukho nto balandela yona ngaphandle koqash qash, inene, uqash-qash akancedi nto ngokuchasene nenyaniso.

2 U-Al- Lat no-Al- 'Uzza noManât (53:19) yayizizithixo ezikhulu ezazikhonzwa ngama-Arabhu ingekafiki i-Islam noMprofeti oNgcwele uMuhammad, lwanga uxolo neentsikelelo zika-Allâh lungaba phezu kwakhe.

3 Ubomi bokuqala (53:25) bobu bomi sikubo ehlabathini.

29. Wena zikhwebule kulowo utshikilela inkumbulo yeThu ongafuni nto ngaphandle kobomi beli hlabathi.
30. Lowo ngumyinge wolwazi lwabo, inene iNkosi yakho yiYona, Yaziyo okokuba ngubani na olahlekileyo eNdleleni yaYo, ikwayiYo kananjalo Eyaziyo ukuba ngubani na okuso isiKhokelo.
31. Kananjalo kokuka-Allah okusemazulwini nasemhlabeni khon'ukuze Abuyekeze abo benza ukungcola (ngesohlwayo) ngoko bakwenzayo, Abuyekeze nabo benza okulungileyo (ngomvuzo) omhle.
32. Abo baziphephayo izono ezikhulu nezenzo ezingcolileyo, benze ezincinane kuphela, inene iNkosi yakho Iphangalele kuxolelo (lwezono), Yona Inazi kakuhle xa Inivelisa[4] emhlabeni naxa naniizintsana ezibelekweni zoomama benu. Ngoko ke musani ukubanga ukuba ninyulu, Yena nguYena Waziyo ukuba ngubani na oMoyikayo.

Icandelo 3

33. Umbonile na lowo utshikileyo wafulathela, (i-Islam)?
34. Waza wanikela kancinane waphinda wayeka?
35. Ingaba unalo na ulwazi lokungabonwayo, ukuze abone?
36. AkachazelwangaNgokwakuseziBhalweni zikaMûsâ?
37. NezikaIbrahim, owazalisekisayo?
38. Akukho mthwali wamithwalo uya kuthwaliswa umthwalo womnye
39. Kananjalo akukho nto umntu (aya kuyifumana) ngaphandle kwaleyo wayizabalazelayo.
40. Kwaye inene umzamo wakhe uza kubonwa.
41. Aze abuyekezwe ngawo ngembuyekezo egcweleyo.
42. Kananjalo eNkosini yakho kulapho isiphelo sikhoyo.
43. Inene yiYo (iNkosi yakho) Eyenza umntu ahleke aphinde alile.

4 Xa nizalwayo (53:32).

44. IkwayiYo Eyenza ukufa Inike ubomi.
45. IkwayiYo Edala abalingane oyindoda nowasetyhini
46. Ngeqabaza lembewu yomntu xa likhutshiwe
47. Kuze (kube yimfuneko) kuYe (ukuba Adale) enye indalo
48. NguYe kananjalo Otyebisayo[5] Anelise
49. Kananjalo nguYe iNkosi kaSirius[6]
50. Ukanti Yena Watshabalalisa abantu bokuqala bakaw-'Ad
51. NabakwaThamûd nabo Akazanga Abasindise
52. Nabantu bakwaNûh ngaphambili. Inene yayingabo abaya ababi nabulungisa baba ngabacinezeli.
53. K kalok Wazitshabalalis izixek ezabhedululwayo Wazikhahlela phantsi.
54. Wabagqumelela ngoko Wabagqumelela ngako.
55. Ziziphi nake ezintsikelelo zeNkosi yenu niyakuzithandabuza?
56. L (Mprofeti) nguMlumkis njengabany abaLumkisi bamandulo.
57. IMini esondelayo isondele (yona).
58. Mayel nay akukh ban ngaphandl koAllâh Onokuyishenxisa
59. Ingaba le ntetho iyanimangalisa kusini na?
60. Ke kaloku nina niyahleka anilili.
61. Nibe nisadlalisa ngokuzonwabisa.
62. Qubudani ke nina (maMuslim) kuAllâh niMnqule. (Yena Yedwa).

5 Ukutyebisa okuthethwa ngako apho (53:48) kukwenza abanye babe zizityebi bazibone banelisekile kunabanye.

6 USirius (53:49) yinkwenkwezi esisijikelezi langa eyayinqulwa ngabahedeni abangama-Arabhu akudala.

ISahluko 54
AL-'KAMAR (INYANGA) 54

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. IYure sele ifikile yaye nenyanga sele icandeke (kubini).
2. Ke kaloku xa bebona umqondiso (ummangaliso), bayatshikila bathim. "(Lo) ngumlingo ogqithayo."
3. Kananjalo baye baphika, balandela iminqweno yabo. Kodwa into nganye inexesha lokufezekiswa (kwayo).
4. Ke kaloku sele ifikile kubo inkcazelo ekukho kuyo isilumkiso (esaneleyo ngokubhekiselele kugabadelo).
5. Ubulumko obuphangaleleyo kodwa isilumkiso asibancedi (nto).
6. Bayeke ke (Muhammad), ngeMini uMkhwazi aya kubizela abantu kwinto engathandekiyo (uMlilo wesiHogo).
7. Amehlo abo aya kuba ethobekile, baya kuphuma emangcwabeni abo bengathi ziinkumbi bethe saa,
8. Begxalathelana besiya phambili kuMkhwazi. Abangakholwayo baya kuthi, "Le yiMini enzima."
9. Abantu bakaNûh baphika ngaphambili kunabo, ke kaloku basiphika isiCaka seThu. Bathi, "(Lo uNûh) yindoda ephambanayo" wada (uNûh) wagxothwa (ngabo).
10. Ke kaloko wacela eNkosini yakhe, "Inene mna ndoyisakele, ndincede ke Wena (Nkosi yam)."
11. Thina ke Savula iingcango zezulu nemvula eyathululeka phantsi.
12. Senza umhlaba wagqabhuka yimithombo namanzi, aza namanzi adibana nento eyayisele imiselwe kakade.
13. Samthumela ke yena (ngenqanawa eyenziwe) ngamaplanga nezikhonkwane.

14. Idada phantsi kolondolozo lweThu njengomvuzo kulowo wayephikiwe (uNûh).
15. Sayishiy ukub ib ngumqondiso[1], ukhon k oza kukhumbula (okanye afumane isilumkiso)?
16. Saba njani ke ukuba (buhlungu) isohlwayo saM nesilumkiso?
17. Kananjalo Siyenze i'Kur'ân yalula ukuba ikhumbuleke, ukhona phofu oza kukhumbula?
18. Ama-'Ad aphika; saba njani ke (ukuba buhlungu) isohlwayo saM nesilumkiso!
19. Inene, Thina Sathumela kubo umoya otswinayo ngemini eyayiyeyeshwangusha (elalisihla emva kweshwangusha).
20. Lincothula abantu ngokungathi zizibhukubhuku zemithi yesundu encothulwe neengcambu.
21. Saba njani (ukuba buhlungu) isohlwayo saM nesilumkiso?
22. Kananjalo Siyenze yalula i'Kur'ân ukuba ikhumbuleke, ukhona phofu oza kukhumbula?

Icandelo 2

23. AmaThamûd asala isilumkiso
24. Athi, "Ingaba ngumntu omnye Phakathi kwethu esiza kulandela yena? Inene singaba sekulahlekeni nasempambanweni!
25. Ingaba umyalezo uthunyelwe kuye phakathi kwethu? Hayi khona lixoki elingenazintloni (lo)!"
26. Baz kumaz ngoms ukub nguban n olixoki elingenazintloni!
27. Inene Thina Sithumele ithokazi lenkamela ukuba libe luvavanyo kubo, bajonge ke ube nomonde.

1 Ingumqondiso (54:15) ngokwenene kuba ubugoxo baloo nqanawa busa bonakala nangoku emazantsi entaba eyazinza phezu kwayo ngakwilizwe laseTurkey intaba leyo yaziwa ngesiArabhu ngokuba yiJabala al-Jûdi (11:44) ngesiNgesi kuthiwa yi Mount Ororat.

28. Ubaxelele kananjalo okokuba amanzi baza kwahlulelana ngawo, (Nenkamela), ngenye (imini) kuza kusela bona (ize ibe yinkamela ngenye imini).
29. Kodwa bona babiza ugxa wabo[2], waba nesibindi wayinqumla imisipha.
30. Saba njani ke (ukuba buhlungu) iSohlwayo saM nesilumkiso?
31. Inene Thina Sathoba isiqhushumbisi phezu kwabo baba ngathi ziintsasa ezomileyo ezizizijungqu zesibaya sezilwanyana.
32. Kananjalo Siyenze i'Kur'ân yalula ukuba ikhumbuleke, ukhona na phofu oza kukhumbula?
33. Abantu bakwaLût basala isilumkiso.
34. Inene, Thina Sathumela isiphango samatye phezu kwabo ngaphandle kosapho lukaLût, lona Salusindisa phambi koms'obomvu.
35. NgoBabalo oluvela kuThi. Simvuza kanjalo ke onombulelo.
36. Ke kaloku yena wayesele ebalumkisile (kwantlandlolo) ngohlaselo lweThu, kodwa bona basiphikisa isilumkiso.
37. Kananjalo bafuna ukuxhwila iindwendwe zakhe, Kodwa Sabamfamekisela amehlo abo (SiSithi), "Ngcamlani isohlwayo saM nesilumkiso."
38. Ke kaloku ekuseni bafikelwa sisohlwayo esibuhlungu.
39. (Kwathiwa kubo), "Ngcamlani isohlwayo saM nesilumkiso ke."
40. Kananjalo Siyenze i'Kur'ân yalula ukuba ikhumbuleke kodwa ukhona na phofu oza kukhumbula?

Icandelo 3

41. Kanti nakubantu bakwaFir'awn kwafika isilumkiso.

2 Ugxa wabo (54:29) ngomnye phakathi kwabo owayesaziwa ngobundlobongela obungathethekiyo oweza wafika waxabela ithokazi elo lenkamela ngekrele emisipheni yemilenze yangasemva wayibulala.

42. Bayala imiqondiso yeThu yonke, Sabahlasela ke ngohlaselo lwaloWo Unobunganga, Unamandla.
43. Ingaba (abantu) abangakholwayo benu bangcono kunabayaa bamandulo, okanye ninogonyo oluvela kwiziBhalo?
44. Okanye bathi, "Thina silibandla elixhasanayo," kusini na? 45. (Elo) bandlana labo liza koyiswa, kwaye baza kuza ngemiva (babaleke).
46. Kodwa iYure lixesha labo elimisiweyo, kwaye iYure leyo ingaphaya ngokonakalisa yaye ikrakra ngakumbi.
47. Inene izaphula-mthetho zisekulahlekeni nasempambanweni.
48. NgeMini abaya kurhuqelwa eMlilweni ngobuso babo, kuya (kuthiwa kubo), "Ngcamlani ukuchukunyiswa sisiHogo ke."
49. Inene Sidale zonke izinto ngommiselo (wento eziya kuba yiyo).
50. Ukant umyalel weTh ub mny jw ub ngathi kukuqhwanyaza kweliso.
51. Kananjalo Sele Sabatshabalalisa abanjengani, ukhona phofu oza kukhumbula?
52. Kananjalo yonke into abayenzayo ibhaliwe emacwecweni 53. Kwaye nto nganye encinane (nenkulu) ibhaliwe.
54. Inene amalungisa aya kuba phakathi kwemiyezo nemilambo,
55. Esihlalweni sentlonipheko ecaleni kukaSobunganga, uSomandla.

ISahluko 55
AR-RAHMÂN (USOLUBABALO) 55

Egameni lika-Allâh uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. USolubabalo!
2. Wafundisa i'Kur'ân.
3. Wadala umntu.
4. Wamfundisa ukuthetha.
5. Ilang nenyang zijikelez ngokwemilinganiselo echanekileyo (ezibalelwe yona).
6. Neenkwenkwezi nemithi ziyaqubuda.
7. Nezulu Waliphakamisa wabeka izikali (zobulungisa).
8. Khon'ukuze ningayigabadeli imida ebekiweyo
9. Kwanokuba nijongisise nimete (izinto) ngokulinganayo ningenzi umlinganiselo ube nesikhwasilima.
10. Kant nomhlab Uwubek phants (Wawandlalela) izilwanyana.
11. Apho kuwo kukho iziqhamo, iidatilisi zesundu ezivelisa amakhasi.
12. Neenkozo kananjalo ezinamagqabi efula, nezityalo ezinuka kamnandi
13. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
14. Wadala umntu ngodongwe lokwenyani olunjengodongwe lomxonxi.
15. Ukanti zona ii*jinni* Wazidala ngedangatya lomlilo ongenamsi.
16. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
17. (Yena) yiNkosi yazo zombini iiMpumalanga, EkwayiNkosi yazo zombini iiNtshonalanga.
18. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
19. Yena Wakhulula iilwandle ezimbini[1] ukuba zidibane.

1 Iilwandle (55:19) ezimbini ngamanzi anetyuwa namanzi amnandi emilambo.

20. Phakathi kwazo kukho umsantsa, alukho olutsiba umda kuwo (ezi lwandle zimbini).
21. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
22. Kuzo zombini (ezi lwandle) kuphuma iiperile neekorale
23. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
24. Kananjalo zezaKhe iinqanawa eziye (zibonakale) ziphakamile elwandle ngathi ziintaba.
25. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?

Icandelo 2

26. Wonke ubani kuwo (umhlaba) uza kutshabalala.
27. Kuze kusale uBuso[2] beNkosi yakho uMnini bungangamsha nozuko.
28. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
29. (Wonke) osemazulwini nasemhlabeni ucela kuYe; imihla yonke, Yena Uba nento Akuyo (Ayenzayo).
30. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
31. Siz kunihoy nin maqela makhulu mabin (ii*Jinn* nabantu).
32. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
33. Hini na bandla ndini lee*jinni* nabantu, ukuba niye naba nako ukugqitha ngaphaya kwemimandla yezulu nomhlaba gqithani ke. Aniyi kugqitha ngaphandle kwegunya (elivela kuAllâh)!
34. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
35. Kuya kuthunyelwa kuni amadangatya omlilo nomsi yaye aniyi kuzikhusela.
36. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
37. Ke kaloku lakucandeka izulu, livuleke, libe ngathi yirozi ebomvu okwe-oli
38. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
39. Ngaloo Mini akukho namnye oza kubuzwa ngesono sakhe phakathi koluntu nee*jinni*.

2 Ubuso (55:27) buka-Allâh bubuqu baKhe bonke.

40. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
41. Izaphula-mthetho ziya kubonakala ngeempawu zazo, yaye ziya kuxhakamfulwa ngeenwele zamabunzi nangeenyawo (zazo).
42. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
43. Nasi ke isiHogo ebesiphikwa zizaphula-mthetho.
44. Baya kujikeleza phakathi kwaso namanzi atshisayo enziwe ashushu (kanobom).
45. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?

Icandelo 3

46. Ke yena lowo waye woyika ukumiswa (phambi) kweNkosi yakhe, uya kuba neMiyezo emibini
47. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
48. (IMiyezo le yo) iya kuba namasebe (athe saa).
49. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
50. Kuyo yomibini (iMiyezo leyo) kuya kubakho imithombo empompozayo.
51. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
52. Apho kuyo yomibini kukho zonke iintlobo zeziqhamo ezingambini (inkunzi nemazi).
53. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
54. Bengqengqe kwiimandlalo zabo eziqukunjelwe ngesilika enzima, iziqhamo zemiyezo emibini zona zijingela phantsi (kufutshane).
55. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
56. (Kuloo miyezo) kuya kubakho abafazi abaya kuba bekrwaqula ngokuzibambileyo, abangazanga bachukunyiswe ndoda na*jinni* ngaphambili.
57. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
58. Ngokungengathi ziiRubhi neekorale.
59. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?

60. Ingaba ukhona na umvuzo wokulungileyo ngaphezulu kokulungileyo na?
61. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
62. Ngezantsi kwayo yomibini (iMiyezo leyo) kuya kubakho eminye iMiyezo emibini.
63. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
64. Iya kuba luhlaza yaka (ngokwebala)
65. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
66. Kuyo yomibini kuya kubakho imithombo emibini etsawulayo.
67. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
68. Kuyo yomibini kuya kubakho iziqhamo nemithi yesundu nerharnathi.
69. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
70. Kuyo kuya kubakho abafazi abalungileyo, abahle ;
71. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
72. Abaziimbelukaz eziy kujezul ngokuzibambileyo, eminqubeni emihle.
73. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
74. Ezingazanga zachukunyiswa ngumntu na*jinni* ngaphambili.
75. Ziziphi ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
76. Zithe zava kwizihlalo ezitofotofo eziluhlaza neenkukho ezintle.
77. Ziziphi na ke ezi ntsikelelo zeNkosi yenu niya kuziphika?
78. Lisikelelekile igama leNkosi yakho, uMnini bungangamsha nozuko.

ISahluko 56
AL-WÂ'KI'AH (ISEHLO) 56

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Xa isehlo sisihla,
2. Ekuhleni kwaso akukho kuphika,
3. Siya kuthobisela abanye sinyusele abanye.
4. Xa umhlaba ushukuma ngokudlokova,
5. Neentaba zidiliziwe zaluthuli,
6. Zaba luthuli oluphaphathekayo,
7. Nize nina nibe ziindidi ezintathu.
8. Ke kaloku amadlelane angasekunene; ziintoni na amadlelane angasekunene?
9. Namadlelan angasekhohlo; ziinton n amadlelane angasekhohlo?
10. Nabanduleli; abanduleli (bona)?
11. Abo ngabo basondezwe kufutshane (noAllâh).
12. EMiyezweni yolonwabo.
13. Neqela labantu (bezizukulwana) zamandulo.
14. Nabambalwa (bezizukulwana) zamva.
15. (Baya kuba) sezitroneni eziqukunjelwe (ngezihombiso).
16. Behleli zava kuzo, bejongene ubuso ngobuso.
17. Kuya kujikeleza phakathi kwabo amakhwenkwe enzelwe (ukuphila) ngonaphakade,
18. Nezitya, imiphanda nendebe (yewayini) ephuma kumthombo ompompozayo
19. Akukho kuqaqamba kwantloko baya kuba nako apho, bengayi kunxila nakunxila
20. Neziqhamo baya kuzikhethela.
21. Nenyama yentaka abathe bayinqwenela.

22. Neembelukazi (zabafazi) abanamehlo abanzi (amahle).
23. Abafana neeperile ezilondolozwe ngononophelo.
24. Njengomvuzo woko bakusebenzelayo.
25. Abayi kuva ntetho ingcolileyo nakwenziwa kwasono apho
26. Kuphela (abaya kukuva) iya kuba, "(Makube) luxolo."
27. Amadlelan angasekunene; yinton amadlelane angasekunene?
28. (Baya kuba) phakathi kwemithi yoMlote, engenameva,
29. Nemithi yebhanana (eneziqhamo) ezalekeneyo,
30. Nomthuzi owandisiweyo,
31. Namanzi ampompozayo,
32. Neziqhamo ezininzi,
33. Ezinganqamkiyo (ukuntshula) zingalelwanga nokwalelwa (ukuba zityiwe)
34. Nakwiimandlalo eziphakanyiselwe phezulu.
35. Inene Thina Sibavelisele (abafazi bePaladesi) kwindalo (entsha).
36. Sabenza baziintombi.
37. Ezizinikeleyo (kubayeni bazo) zinobudala obulinganayo.
38. Izezamadlelane angasekunene.

Icandelo 2

39. Aliqela labantu (bezizukulwana) zamandulo.
40. Neqela labantu (bezizukulwana) zamva.
41. Neqela lamadlelane angasekhohlo yintoni na amadlelane angasekhohlo?
42. (Bay kuba) seMlilwen otshisay namanz ashushu,
43. Nethinzi lomsi omnyama thsuh,
44. Elingapholanga lingancedi nakunceda,
45. Inene bona kaloku bazanelisa ngobutyebi ngaphambili,
46. Kananjalo bona babethe gqolo ngokugabadela

47. Kwaye babesithi, "Xa sele sifile saba luthuli namathambo, siza kuphinda ngenene sivuswe?
48. Nookhokho bethu nabo ngokunjalo?"
49. Yithi wena (Muhammad), "Inene abantu bokuqala nabantu bokugqibela
50. Baza kuqokelelelwa iMini ekhethiweyo."
51. Ke kaloku nina ndawonye nabo balahlekileyo baphikayo!.
52. Niya kutyiswa umthi weZa'kkûm.
53. Nizalise izisu zenu ngawo,
54. Niphinde ngaphezu koko nisezwe amanzi atshisayo.
55. Kwaye niya kusela ukusela kweenkamela ezinxaniweyo!
56. Iya kuba bububele babo (abaza kubenzelwa) ngoMhla woVuko!
57. Sinidalile nje, kungani na ukuba ningakholwa?
58. Nikubonile phofu oko niye nikukhuphe (imbewu yomntu)?
59. Nini na abakudalayo nokuba siThi abanguMdali?
60. Simisele ukufa phakathi kwenu, yaye Thina ngeKhe Soyiswe,
61. Kangangokuba Siya kuyiguqula imbonakalo yenu Sinivelise ngenye imo eningayaziyo nina.
62. Ke kaloku sele niyazi indalo yokuqala, aniyi kukhumbula ke?
63. Niyibonile yona (imbewu) leyo niyityalayo?
64. Nini na abayenza ikhule nokuba Sithi abakhulisi?
65. Ukuba beSinokuthanda beSingasuka Siyenze yome ibe bubutyobo nihlale nimangazekile.
66. (Nithi), "Inene thina (ngoku) sisematyaleni;
67. Thina sibandezelekile."
68. Niwabonile wona amanzi lawo niwaselayo?"
69. Nini na abaza nawo emafini nokuba SiThi abawathobayo?
70. Ukuba beSithanda beSingasuka Siwenze akrakre, kungokuba kutheni ukuba ningabi nambulelo (kuAllâh)?
71. Niwujongile phofu umlilo lowo niwuphembayo?
72. Nini na abavelisa umthi wawo nokuba SiThi abaVelisi (bawo)?

73. Siwenze wasisikhumbuzi (soMlilo wesiHogo) nembonelelo yabahambi.
74. Ngoko ke zukisa igama leNkosi yakho uMnini bukhulu.

Icandelo 3

75. Ke kaloku Mna Ndifunga ngokutshona kweenkwenkwezi.
76. Inene esi sisifungo esikhulu ukuba benisazi.
77. Inene yona (le) yi'Kur'ân ehloniphekileyo.
78. EseNcwadini ekhuselekileyo.
79. Akukh namny oyichukumisay ngaphandle kwabahlambulukileyo.
80. IsisiTyhilelo esivela eNkosini yamaphakade.
81. Ingaba yintetho elolo hlobo (le 'Kur'ân) na le niyiphikayo (nina bangakholwayo)?
82. Endaweni (yokubulela uAllâh) ngembonelelo Aninika yona niyaMphika nina!
83. Kutheni xa umphefumlo (womntu ofayo) ufikelela emqaleni (ningangeneleli) kaloku?
84. Ukusuka apho nina ngeloo lixa (nisuka nime) nijonge,
85. Thina ke Siba Sikufutshane kuye kunani kodwa nina nibe ningaboni,
86. Kutheni kaloku (nisima nijonge ningamncedi nje) xa ngaba anizozicaka (kuThi)?
87. Ningambuyiseli nje (ebomini kwakhona) ukuba ninenyaniso?
88. Ke kaloku ukuba yena (umfi lowo) ube engomnye wabo basondeleyo kuAllâh (ngokuthandwa),
89. Okwakh iy kub kukuphuml (ngoxolo) noBubele noMyezo wolonwabo.
90. Kanti ukuba ube engomnye wamadlelane wabangasekunene.
91. (Iingelosi ziya kuthi kuye), "Makube lukhuseleko noxolo kuwe wena oluvela kumadlelane angasekunene."
92. Kodwa ukuba ube engomnye wabaphiki, abalahlekileyo.

93. Okwakhe lowo kukubelezelelwa ngamanzi atshisayo.
94. Nokutsha eMlilweni wesiHogo.
95. Inene le yinyaniso yoqobo.
96. Zukisa igama leNkosi yakho, uMnini bungangamsha.

ISahluko 57
AL-HADÎD (INTSIMBI) 57

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo,uSozinceba

Icandelo I

1. Yonke into esemazulwini nasemhlabeni izukisa uAllâh, Yena nguSobunganga, uSobulumko.
2. LolwaKhe ulongamelo lwamazulu nomhlaba, Unika ubomi, Enze ukufa. Kananjalo Yena Unamandla ngaphezulu kwezinto zonke.
3. Yena ngowokuQala ngowokuGqibela, Ungobonakalayo, Engongabonakaliyo, kananjalo nguMazi wezinto zonke.
4. NguYe Owadala amazulu nomhlaba ngeentsuku ezintandathu, waza Wanyukela ngentla kweTrone, Uyakwazi okungena emhlabeni nokuphuma kuwo, nokuhlayo kuvela ezulwini nokunyukela kulo kwaye Yena Ukunye nani naphi na apho nikhoyo, kananjalo uAllâh Uyakwazi enikwenzayo.
5. Yena lolwaKhe ulongamelo lwamazulu nomhlaba. Kananjalo kukuAllâh apho (zonke) izinto zibuyela khona.
6. Yena Wenza ubusuku bungene kwimini, Enze imini ingene kubusuku, Yaye nguMazi wokusezifubeni.
7. Kholwani ke kuAllâh noMthunywa waKhe, ninikele kumalizo ngoko Anenze naba ziindlalifa zako. Ngokuba abo bakholiweyo phakathi kwenu baze banikele kumalizo baya kuba nomvuzo omkhulu.
8. Yintoni na ngani ukuba ningakholwa kuAllâh lo gama uMthunywa enimemela ekukholweni kwiNkosi yenu, ethe kananjalo wathabatha umnqophiso wenu, ukuba ninokuthi nikholwe?
9. NguYe Othumele iiVesi kwisiCaka saKhe (uMuhammad) ezibubungqina obucacileyo khona ukuze anikhuphe

ebumnyameni anifake ekukhanyeni. Inene uAllâh Unobubele, Unenceba kuni.

10. Yintoni na ngani ukuba ninganikeli eNdleleni ka-Allâh lo gama ilifa lamazulu nomhlaba ilelaKhe? Abalingani phakathi kwenu abo banikelayo, balwa nokulwa ngaphambi (koloyiso lwaseMakkah) nabo balwayo (emva kwalo). Abo (balwa ngaphambili) bangentla ngokwebakala kunabo banikela kamva balwa nokulwa. Kodwa uAllâh bonke Ubathembise ngowona mhle (umvuzo). Kananjalo uAllâh Unolwazi ngoko nikwenzayo.

Icandelo 2

11. Ngubani (kuni) oya kuboleka uAllâh imboleko elungileyo khon'ukuze (Ayihlawule kuye) ngokuphindaphindiweyo aze ngaphezu koko abe nomvuzo oxabisekileyo?
12. NgeMini eniya kuwabona amakholwa namakholwakazi, ukukhanya kwawo kuwakhokelele ngaphambi kwawo nangasekunene kwawo, (kuya kuthiwa), "Iindaba zovuyo kuni namhlanje zezeMiyezo ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo, niya kuhlala apho ngonaphakade Inenene leyo yimpumelelo enkulu!"
13. NgeMini leyo abahanahanisi nabahanahanisikazi baya kuthi kwabo bakholwayo, "Khanisilindeni khon'ukuze sizuze inxalenye yokukhanya kwenu." Kuya kuthiwa kubo, "Buyelani emva kwenu niye kufuna ukukhanya." Ke kaloku udonga luya kubekwa phakathi kwabo lunocango, umphakathi walo unenceba, kodwa umphandle walo usisohlwayo.
14. Bona (abahanahanisi) baya kukhwaza (abakholwayo) bathi, "Sasingekho kunye nani na?" Abakholwayo baya kuthi, "Ewe, kodwa nina nazithuthumbisa ngokwenu, nilindele (ilishwa

phezu kwethu[1]) nathandabuza neengcinga zeminqweno yenu zanimfamekisa kwada kwafika umyalelo ka-Allâh. Kwaye umkhohlisi (uSathana) wanikhohlisa ngoAllâh.

15. Namhlanje ke akukho ntlawuliso yakuzikhulula iya kwamkelwa kuni nakwabo bangakholwayo. Ikhaya lenu nguMlilo, yiyona nto inifanele kakhulu (leyo). Esinjani ukuba sibi isiphelo sohambo!
16. Alikafiki na ixesha kwabo bakholwayo lokuba iintliziyo zabo zibe nokuzithoba, zizinikele kwinkumbulo ka-Allâh noko kwehlayo kuyinyaniso (i'Kur'ân)? Bangabi nje ngobo babenikwe isiBhalo ngaphambili, kwaza kwathi kwakugqitha ithuba elide kubo iintliziyo zabo (zaqaqadeka) zaba lukhuni, ukanti uninzi lwabo, abanantobeko.
17. Yazini into yokuba uAllâh Unika ubomi emhlabeni emva kok ufa kwawo. Sinicacisele kakuhle imiqondiso khona ukuze niqiqe.
18. Inene amadoda anikelayo ngamalizo, nabasetyhini abanikelayo ngamalizo baboleke uAllâh imboleko elungileyo, iya (kuhlawulwa) ngokuphindeneyo kubo kananjalo baya kuba nomvuzo oxabisekileyo.

Icandelo 3

19. Abo bakholwayo kuAllâh nabaThunywa baKhe abo bangabaxhasi benyaniso nabafelukholo, bakunye neNkosi yabo. Okwabo ngumvuzo wabo nokukhanya kwabo kodwa bona abo bangakholwayo, baphika iiVesi zeThu, abo ngamadlelane oMlilo wesiHogo.
20. Kwazini kananjalo okokuba ubomi balo mhlaba yintlekisa njee nesiphambukisi nobunewunewu nokuqhayiselana nokhuphiswano ekwandiseni ubutyebi nabantwana

1 Oku (57:14) kuthetha ukuthi abangakholwayo babelindele ukuba abakholwayo baza kuhlelwa lilishwa ngalo lonke ixesha

njengomzekelo wemvula ezityalo zayo zikhula zigcobise umhlwayeli, zisuke zome, ubone sele zijike zamthubi; zisuke zibe bubutyobo obuthe saa. Kanti ke kuBomi oBuzayo sisohlwayo esibuhlungu noxolelo oluvela kuAllâh nokwamkeleka. Buyintoni na ubomi basemhlabeni ngaphandle kokuba kukuziqhatha?

21. Khuphisanani ke ngokufuna ukuxolelwa yiNkosi yenu nomyezo obubanzi bawo bungangobubanzi bamazulu nomhlaba, ulungiselelwe abo bakholwayo kuAllâh nakubaThunywa baKhe. Obo bubuBele buka-Allâh Abunika lowo Athande ukumnika, kwaye uAllâh nguMnini buBele oMkhulu.
22. Akukho ntlekele ihlayo emhlabeni okanye kuni ingabhalwanga phambi kokuba ibekho Inene oko kulula kuAllâh.
23. Khon'ukuz ningalahl ithemb ngoko kuniphosileyo ningakhukhumali kananjalo ngoko Aninike kona. Kwaye uAllâh Akamthandi wonke ozingcayo, noqhayisayo.
24. (Abo) bangamagqolo bayalela ubugqolo (kwabanye) ke kaloku lowo utshikilayo, inene uAllâh Akananto Ayidingayo, nguSokudunyiswa.

Icandelo 4

25. Sele Sabathumela abaThunywa beThu nemiqondiso ecacileyo Sathumela nesiBhalo kubo nozinzo khona ukuze abantu bahlale besebulungiseni. Kananjalo Sathumela[2] intsimbi ekukho amandla kakhulu kuyo (nezinye izinto) eziyinzuzo eluntwini khon'ukuze uAllâh Enze acace lowo uMxhasayo neziThunywa zaKhe ezingabonwayo. Inene uAllâh Unamandla, Unobunganga.

2 Ukuthumela (57:25)apha kuthetha ukudala ngamanye amazwi uAllah, uzuko malube kuYe, Wadala intsimbi.

26. Kananjalo Sele Sathumela uNûh noIbrâhîm Saza kananjalo Sabeka ubuProfeti nesiBhalo kwinzala yabo; yaye phakathi kwayo (inzala yabo leyo) kukho lowo ukhokelelekileyo, kodwa uninzi lwabo alunantobeko.
27. Ke kaloku ekhondweni labo Sathumela abaThunywa beThu Sabalandelisa ngo'Îsâ, unyana kaMaryam, Samnika iVangeli, Safaka imfobe nenceba ezintliziyweni zabo balandela yena nokungatshati, (ukungatshati) oko baziqambela ngokwabo, Asizanga Sibayalele ngako ngaphandle (kokuzenzela ngokwabo) befuna ukwamkeleka kwako (ukungatshati oko) kuAllâh. Kodwa (ukungatshati oko) azanga bakugcine ngendlela efanelekileyo. Thina ke Sanika abo bakholwayo phakathi kwabo umvuzo wabo kodwa uninzi lwabo alunantobeko.
28. Hini na nina bakholwayo, yoyikani uAllâh nikholwe nakuMthunywa waKhe: Yena Uya kuninika isahlulo esiphindwe kabini kwinceba yaKhe. Anenzele ukukhanya eniya kuhamba ngako, Anixolele futhi, ke kaloku uAllâh nguMxoleli, nguSozinceba.
29. (Oku kunjalo) khon'ukuze aBantu beNcwadi (amaYuda namaKhristu) bazi okokuba abanamandla ngokuchasene noBabalo luka-Allâh kwanokuba bonke ubuBele buseSandleni saKhe; Ubunika lowo Athande ukumnika kananjalo uAllâh nguMnini buBele Omkhulu.

ISIQENDU 28

Isiqendu 28

ISahluko 58
AL-MUJÂDILAH (UMFAZI OXOXAYO) 58

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba

Icandelo I

1. Inene uAllâh Uyivile intetho yomfazi oxoxa nawe (Muhammad) ngomyeni wakhe, ebhekisa isikhalazo sakhe kuAllâh. Ke kaloku uAllâh Uyayiva incoko yenu, inene uAllâh nguSokuva, nguSokubona.
2. Abo benza i*dzhihâr*[1] phakathi kwenu (befuna ukwahlukana) nabafazi babo (abo bafazi babo) abangoonina (ngenyani) Oonina babo ayingabo abanye ngaphandle kwabo babezelwe ngabo. Inene bona bathetha intetho echasekileyo nebubuxoki. Kodwa ke inene Yena uAllâh nguMxoleli Onenceba.
3. Kananjalo abo benza i*dzhihâr* kubafazi babo baze baphinde bafune ukubuya umva koko bebekutshilo mabakhulule ikhoboka phambi kokuba bachukumisane nabo kwakhona. Oko koko niyalwa ngako; kwaye uAllâh Ukwazi kakuhle enikwenzayo.
4. Ke kaloku lowo ungafumani (khoboka) makazile iinyanga zibe mbini zilandelelana phambi kokuba achukumisane (nomfazi wakhe kwakhona); kananjalo lowo ungakwaziyo (ukuzila) makondle abantu abangamashumi amathandathu abangamahlwempu. Oko kwenzelwe ukuba nikholwe ngokupheleleyo kuAllâh noMthunywa waKhe; leyo ke

1 I*dzhihâr* (58:2) kukusuka indoda ithi emfazini wayo: "wena kum ufana nomqolo kamama wam" ngamanye amazwi awuvumelanga ukuba ube ngumfazi wam. Ibe ngaloo ndlela yahlukene naye, nto leyo uAllâh Angazanga ayamkele ukufika kweIslam noMthunywa wakhe uMuhâmmad uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe.

yimiqathango ka-Allâh yaye kwabangakholwayo iya kuba sisohlwayo esibuhlungu.

5. Inene abo baphikisa uAllâh noMthunywa waKhe abanto yanto njengabo bangaphambili kunabo babengento yanto. Kananjalo Thina Sithumele iiVesi ezinobungqina obucacileyo. Kwaye kwabangakholwayo sisohlwayo sehlazo.
6. NgeMini uAllâh Aya kubavusa bonke, Abaxelele abakwenzayo. UAllâh Ukubalile, lo gama bakulibeleyo bona; kwaye uAllâh liNgqina ngaphezu kweento zonke.

Icandelo 2

7. Akuboni na ukuba uAllâh Wazi okusemazulwini nasemhlabeni? Akukho ncoko yabathathu (eyenzelwa ekhusini) koko Yena Uba ngowesine kubo, kungekho bahlanu koko Yena ngowesithandathu kubo, akukho banganeno kunoko kungekho bangaphezulu kunoko koko Yena Ukunye nabo (ngolwazi) nokuba baphi na apho bakhoyo. Ke kaloku Uya kubaxelela ngoko bakwenzayo ngoMhla woVuko, Inene uAllâh, nguMazi weento zonke.
8. Akubabonanga na abo babalelwe (ukuba babe yinxalenye) yencoko yasekhusini? Babuyela ke koko babalelwe kuko bancokola phakathi kwabo ngesono nangogabadelo nokungabi nantobeko kuMthunywa (ka-Allâh). Ke kaloku xa befika kuwe bakubulisa ngombuliso Angakubulisi ngawo uAllâh, bathi, “Kutheni na kaloku uAllâh Angasohlwayi ngoko sikutshiloyo?” Okwaneleyo kubo sisiHogo; abaya kungena kuso batshe, ayisembi ngako indawo yokugqibela yabo.
9. Hini na nina bakholwayo xa nincokola ekhusini musani ukuncokola ngesono, ugabadelo nangokungamthobeli uMthunywa koko ncokolani ngobulungisa nobunyulu. Noyike uAllâh Eniza kuqokelelwa (phambi) kwaKhe.

10. Iincoko zasekhusini zivela kuShaytân esenzela ukukhubekisa abo bakholwayo, kodwa akayi kubonzakalisa ngaphandle kokuba anikwe imvume nguAllâh. Ke kaloku amakholwa makathembele kuAllâh.
11. Hini na nina bakholwayo, xa nixelelwa ukuba, "Vulani izithuba phakathi kwenu," entlanganisweni, vulani izithuba kaloku, uAllâh Uya kunenzela isithuba. Naxa niyalelwe ukuba, "Phakamani," phakamani. UAllâh Uya kuba nyusela abo bakholwayo phakathi kwenu nabo babephiwe ulwazi, ngokwamabakala kananjalo uAllâh Unolwazi ngoko nikwenzayo.
12. Hini na nina bakholwayo, xa nifuna ukuthetha noMthunywa bucala, nikelani ngamalizo phambi kokuthetha naye oko kukona kulungileyo kuni kwaye kububunyulu. Kodwa ke ukuba aninanto (yakunikela) inene uAllâh nguMxoleli nguSozinceba.
13. Ingaba niye noyika na ukuza nomnikelo phambi kokuthetha (naye)? Ke kaloku ukuba anenzanga (njalo) uAllâh Unixolele yenzani i*Salâh*, ninikele nge*Zakâh*, nithobele uAllâh noMthunywa waKhe. Kananjalo uAllâh Unolwazi ngoko nikwenzayo.

Icandelo 3

14. Ubabonile na abo benza ubumbano nabantu uAllâh Anomsindo (ngakubo), bona abangobenu bengengabo nababo kwaye bafunga ubuxoki lo gama besazi (ukuba baya xoka).
15. UAllâh Ubalungiselele isohlwayo esibuhlungu kanobom. Inene kungcolile oko bakwenzayo.
16. Bathabathe izifungo zabo zobuxoki bazenza into yokusithela baze baphambukisa (abantu) eNdleleni ka-Allâh, ke kaloku okwabo sisohlwayo esibuhlungu.

17. Ubutyebi babo nabantwana babo asokuze bubancede nto ngokuchasene noAllâh. Abo ngamadlelane oMlilo, baya kuhlala apho ngonaphakade.
18. NgeMini uAllâh Aya kubavusa bonke, yaye baya kufunga kuYe njengoko befunga kuni becinga ukuba bemi phezu kwento kanti bona ngamaxoki.
19. UShaytân ubagqumile wabenza balibala ngokukhumbula uAllâh. Elo ke libandla likaShaytân, Inene, ibandla likaShaytân, lilo eliya kuba ngabalahlekelwa.
20. Inene abo baphikisa uAllâh noMthunywa waKhe baya kuba phakathi kwabona bahlazeke ngokwenene.
21. UAllâh Ubhalile Wathi, "NdiM nabaThunywa baM Abaza kuphumelela." Inene nguAllâh Onamandla nobungangamsha.
22. Awungekhe ubafumane abantu abakholwa kuAllâh nakwiMini yokugqibela bebathanda abo baphikisa uAllâh noMthunywa waKhe, enokuba abo bantu ngooyise babo okanye ngoonyana babo, okanye ngabantakwabo okanye zizizalwana zabo na. Kwabo banjalo (uAllâh) Ubhale ukholo ezintliziyweni zabo, Wabaxhasa ngomoya ovela kuYe. Kananjalo (uAllah) Uya kubangenisa eMiyezweni ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo, bahlale apho (ngonaphakade). UAllâh Uya kukholiseka ngabo nabo bakholiseke nguYe. Bona balibandla lika-Allâh, Inene ibandla lika-Allâh, lilo eliza kuphumelela.

ISahluko 59
AL-HASHR (INDIBANO) 59

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. (Konke) okusemazulwini nokusemhlabeni kuzukisa uAllâh, yaye Yena nguSobunganga, nguSobulumko.
2. NguYe kanye Owagxotha abo bangakholwayo phakathi kwaBantu beNcwadi (amaYuda namaKhristu) emakhayeni abo kwindibano yokuqala[1] Nina naningayicingi nokuyicinga into yokuba bangahamba, kanti nabo babecinga ukuba iinqaba zemikhosi yabo ziza kubakhusela kuAllâh; Kodwa ummiselo ka-Allâh wabafikela uvela apho babengawulindelanga khona, Wafaka ixhala ezintliziyweni zabo baza batshabalalisa izindlu zabo ngezandla zabo nangezandla zamakholwa. Ngoko ke thabathani isilumkiso nina bantu bakwaziyo ukubona.
3. Ukuba kwakungekho ngenxa yokuba UAllâh Wayesele Emisele ukukhutshwa kwabo, ngeWabohlwayayo kweli hlabathi ukanti okwabo kuBomi oBuzayo sisohlwayo soMlilo.
4. Oko kungenxa yokuba baphikisa uAllâh noMthunywa waKhe. Ke kaloku lowo uphikisa uAllâh Inene uAllâh Wohlwaya kabuhlungu.
5. Konke enikugawuleyo okuyimithi yabo yesundu neniyishiye imile ngeziqu zayo, (oko) kube ngemvume ka-Allâh kwaye Usaya kubahlaza abenzi bobubi.
6. Nantoni na uAllâh Ayibuyisele kuMthunywa waKhe evela kubo, akukho mahashe (kungekho) zinkamela naziphalisela yona. Kodwa uAllâh Unika uMthunywa waKhe amandla

1 1 Le yayiyindibano (59:2) okanye intlanganiso yokuqala amaYuda eqokelelwe ndaweninye ukuba achazelwe ukuba ayagxothwa eMadinah. La maYuda ayengawesizwe sakwaNadîr (Banu An – Nadîr)

ngaphezulu kwalowo athande (ukumnika amandla ngaphezu kwakhe), Yaye uAllâh Unamandla ngaphezu kweento zonke.

7. Ke kaloku nantoni na uAllâhAyibuyisela kuMthunywa waKhe ivela kubantu bezixeko yeka-Allâh noMthunywa waKhe nezizalwana zaKhe ezizezona zisondeleyo kuye neenkedama nababandezelekileyo nabaseluhambeni khona ukuze ingabi (yonto) iyakwabiwa umphelo phakathi kwabazizityebi naphakathi kwenu. Nantoni na uMthunywa (uMuhammad) aninika yona yithatheni, nantoni na ke analele yona, shenxani kuyo. Noyike uAllâh kananjalo; inene uAllâh Wohlwaya kabuhlungu.

8. Kumahlwempu angabafuduki abagxothwa emakhayeni abo, (bashiya) nempahla yabo, befuna uBubele buka-Allâh nokwamkeleka kuYe, bexhasa uAllâh noMthunywa waKhe, (banesabo isabelo nabo). Ngabanyanisekileyo ke abo.

9. (Banesabelo) nabo babezinzile kumakhaya abo (eMadinah) baza balwamkela ukholo (lweIslam) ngaphambi (kokufika) kwabo (abafuduki), bona bayabathanda abo bafudukela kubo, yaye abanamona ezifubeni zabo ngoko bakunikiweyo (kuphuma kwixhayelo) kananjalo bona bakhetha ukuba kuqalwe (ngabafuduki) kunabo (bona bemi baseMadinah) nangona belifuna (ixhayelo). Nabani na lowo usindisiweyo ekunyolukeni kwakhe, abanjalo ngabo abaya kuphumelela.

10. Ke kaloku abo bafika emva kwabo bathi, “Nkosi yethu! Sixolele thina nabazalwana bethu abasandulelayo elukholweni, ungafaki nzondo ezintliziyweni zethu ngokuchasene nabo bakholiweyo. Nkosi yethu inene Wena unguSobubele, uSozinceba.

Icandelo 2

11. Akubabonanga na abahanahanisi, abathi koogxa babo abangabanye baBantu beNcwadi abangakholwayo, “Sifunga

ngoAllâh ukuba nigxothiwe nina, nathi oku kwethu siya kuhamba nani, kwaye ukuba niyahlaselwa, inene siya kunincedisa thina." Kodwa uAllâh liNgqina Yena lokuba bona ngamaxoki okwenene.

12. Inene, ukuba wona (amaYuda) agxothiwe, asokuze bona (abahanahanisi) bahambe nawo, kanti ke nokuba bangawancedisa (amaYuda lawo), (abahanahanisi) baza kuphinda beze ngomva (babaleke) yaye abayi kuba naloyiso.
13. Inene, nina (bakholwayo) noyikeka kakhulu ezintliziyweni zawo (amaYuda) kunoAllah, oko kungenxa yokuba bangabantu abangenangqiqo.
14. Abasokuze balwe nani ngaphandle kokuba kungaphakathi kwezixeko ezikhuselekileyo okanye ngaphaya kweendonga. Ukruthakruthano phakathi kwabo luninzi. Nina nicinga ukuba bamanyene kodwa iintliziyo zabo zahlukene. Oko kunjalo ngenxa yukuba bangabantu abangaqiqiyo.
15. Umzekelo wabo unje ngabo babengaphambi kwabo kwithuba elisandula kugqitha: bona ke bangcamla iziphumo zezenzo zabo, yaye basaza kufumana isohlwayo esibuhlungu.
16. (Abahanahanisi) banjengoShaytân xa esithi emntwini, "Musa ukukholwa." Aze athi (umntu lowo) esakungakholwa, (uShaytân athi), "Inene, mna ndiyazikhwebula kuwe. Inene mna ndoyika uAllâh, iNkosi yamaphakade."
17. Ngoko ke isiphetho ngabo kukuba bekunye (noShaytân lowo wabo) baya kuba seMlilweni, bahlale apho ngonaphakade. Leyo ke yimbuyekezo yabenzi bobugwenxa.

Icandelo 3

18. Hini na nina bakholwayo, yoyikani uAllâh. Kananjalo umphefumlo ngamnye mawujonge okwenzileyo ukulungiselela ingomso. Inene uAllâh Unolwazi ngoko nikwenzayo.

19. Ningabi njengabo baMlibalayo uAllâh, Waza naye Wabenza oku kwabo bazilibala iziqu zabo. Abo ngabenzi bobubi.
20. Akafani amadlelane oMlilo namadlelane ePaladesi. Amadlelane ePaladesi ngabazuzi bempumelelo.
21. Ukuba le 'Kur'ân Sasiyithumele entabeni, wawuya kuyibona izithoba idilika ngenxa yokoyika uAllâh. Le mizekeliso Siyinika abantu khon'ukuze bacingisise.
22. Yena nguAllâh, ekungekho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, uMazi wokungabonwayo nokubonwayo. Yena nguSozinceba.
23. Yena nguAllâh ekungekho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe uKumkani, uSobungcwele, Ongenakusoleka, uMniki wokhuseleko, uMlondolozi wezidalwa zaKhe, uSobunganga, uMyaleli, Omkhulu, uzuko malube kuAllâh, Yena Ungentla lee koko bakwayamanisa naYe.
24. Yena nguAllâh, uMdali, uMyili, uMbumbi; ngawaKhe onke amagama amnandi. Konke okusemazulwini nasemhlabeni kuzukisa Yena. Kananjalo Yena nguSobunganga, uSobulumko.

ISahluko 60
AL-MUMTAHINA (ABAFAZI AMABACIKIDWE) 60

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Hini na nina bakholwayo, musani ukuthabatha iintshaba zaM neentshaba zenu (nizenze) abahlobo benu, lo gama zingakholwanga koko kwafika kuni (i'Kur'ân) kuyinyaniso, ekubeni babegxothe uMprofeti nani ngenxa yokuba nakholwayo kuAllâh, iNkosi yenu. Xa niphumele iJihâd (ukulwa) eNdleleni yaM nifuna indlela yokwamkeleka kuM, (musani ukubathabatha njengabahlobo benu). Nina nibathumelela imiyalezo yokubathanda emfihlakalweni ukanti Mna Ndikwazi kakuhle enikufihlayo noko nikuvezayo. Ke kaloku owenza oko phakathi kwenu ulahleke ngokwenene eNdleleni elungileyo.
2. Ukuba bangafumana ulongamelo phezu kwenu, bona bangaba ziintshaba kuni, bolule ngokuchasene nani izandla zabo namalwimi abo ngokungcolileyo, yaye baninqwenelela ukuba ningakholwa.
3. Asokuze izizalwana zenu okanye abantwana benu banincede nto; ngeMini yoVuko. Yena (uAllâh) Uya kugweba phakathi kwenu. Kananjalo uAllâh Uyakubona enikwenzayo.
4. Ke kaloku Sele niwufumene owona mzekelo mhle kuIbrâhîm nabo babekunye naye, xa bathi kubantu bakubo, "Inene thina siyazahlula kuni nakuloo nto niyinqulayo ngaphandle koAllâh. Siyaniphika, kananjalo sele kuvele ubutshaba nenzondwano phakathi kwethu nani ngonaphakade de nikholwe kuAllâh Yedwa," ngaphandle nje kokuba uIbrâhîm waye wathi kuyise, "Mna ndiya kukucelela itarhu inene, kodwa andinagunya lokukwenzela nantoni na ngokuchasene noAllâh: Nkosi yethu

kukuWe apho sixhomekekileyo, kukuWe nalapho sibuyela khona kananjalo Wena Usisiphelo sohambo (lwethu).

5. Nkosi yethu! senze singabi yonto yokungcungcuthekiswa ngabangakholwayo, Usixolele Wena, Nkosi yethu. Inene nguWe uSobunganga, uSobulumko.
6. Ke kaloku Inene nina kubo (ooIbrahim) nibe nowona mzekelo mhle kuye nabani na othemba lakhe linguAllâh neMini yokugqibela. Ke kaloku nabani na ofulathelayo inene uAllâh Akadingi nto ngoWokudunyiswa.

Icandelo 2

7. Mhlawumbi uAllâh Uya kufaka phakathi kwenu nabo beniziintshaba zabo; uthando. Ke kaloku uAllâh Unamandla yaye uAllâh nguMxoleli, Unenceba.
8. UAllâh Akanaleli kwabo banganilwiyo ngenxa yenkolo (yenu) benganigxoth nakumawen ukub nibaphathe kakuhle nenze ubulungisa kubo. Inene uAllâh Uyabathanda abo benza ubulungisa.
9. UAllâh Unalele kuphela kwabo banilwayo ngenxa yenkolo (yenu) banigxothe nokunigxotha kumakhaya enu bancedisane nokugxothwa kwenu, (Akanivumeli ke) ukuba nenze ubuhlobo nabo, nabani na ke owenza ubuhlobo nabo abo (benza loo nto) ngabo kanye abangabenzi bobubi.
10. Hini na nina bakholwayo! Xa abafazi abakholwayo befika kuni bengabafuduki, baphenyeni (bacikideni). UAllâh nguYe Owaziyo ngokubhekiselele kukholo lwabo. Ke kaloku ukuba ngaba nibazi bengamakholwakazi, musani ukubabuyisela kwabangakholwayo, bona abangobafazi abavumelekileyo ngokusemthethweni kubo kanti nabo abangobayeni abavumelekileyo ngokusemthethweni kubo. Kodwa ke nikani abangakholwayo ababekuhlawulile (ngokubatshata). Ke kaloku akukho sono kuni ukuba niyabatshata xa

nibanikileyo (abo bayeni babo babashiyileyo) imbuyekezo yabo efanekileyo. Kananjalo ningagcini maqhina omtshato nabafazi abangakholwayo koko bizani oko benikuhlawulile (ngabo). Nibavumele nabo (abangakholwayo) babize oko babebekuhlawulile (ngani)1 Olo lugwebo luka Allâh; Uya gweba Yena phakathi kwenu, ke kaloku uAllâh, Uyazi, Unobulumko.

11. Ke kaloku ukuba ngaba nawuphi na umfazi uthe wemka kuni waya (kwicala) labangakholwayo nize nina nibize imbuyekezo yoko nakuhlawulayo ngabo, (kodwa bala bona), naza naphuma naya edabini (leGrazwa ngokuchasene nabo bangakholwayo) naza nafumana ixhayelo, hlawulani ngenxalenye yelo xhayelo okulingana noko kumele ukuhlawulwa loo madoda ashiywe ngabafazi bawo noyike uAllâh loWo nikholwa kuYe.[1]
12. Hini na wena Mprofeti, xa abafazi abakholwayo befika kuwe (beze kwenza isibhambathiso), bevuma kuWe okokuba abasayi kwayamanisa nto kuAllâh, abayi kuba, abayi kukrexeza, bengasayi kubabulala abantwana babo (ukuqhomfa), abayi kuza nabuxoki ababuqambileyo phakathi kwezandla zabo neenyawo zabo. Bengayi kungakuthobeli wena ngoko kulungileyo. Samkele ke isibhambathiso sabo ubacelele itarhu kuAllâh. Inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba
13. Hini na nina bakholwayo musani ukwakha ubumbano nabantu uAllâh Anomsindo ngakubo. Bona baphelelwa lithemba loBomi oBuzayo njengabangakholwayo baphelelwayo lithemba lokuhlangana nabo balele emangcwabeni.

1 Oku (60:10) kuthetha ukuba xa umfazi ongakholwayo ezikhethele ukuba ngakwicala labangakholwayo, umyeni wakhe oliMuslim angayibiza imbuyekezo engangaleyo wayeyihlawule ukumzeka kwakhe, ingaba yi*Mahr* nokuba yilobola na. Le vesi nale ilandelayo zatyhilwa emva kokwenziwa kwesibhambathiso saseAl – Hudaybiyyah.

ISahluko 61
AS-SAFF (IHLELO OKANYE UMGCA) 61

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Okusemazulwini nokusemhlabeni kuzukisa uAllâh kananjalo Yena nguSobunganga, uSobulumko.
2. Hini na nina bakholwayo, kungani na ukuba nithethe into ningayenziyo?
3. Ichaseke kakhulu phambi koAllâh into yokuba nithethe into eningayenziyo.
4. Ke kaloku uAllâh Uyabathanda abo balwa eNdleleni yaKhe (bemi) belihlelo (umgca) babengathi ludonga oluqinisiweyo.
5. Yabona uMûsâ wathi kubantu bakubo, "Hini na bantu bakuthi, nindikhubekiselani na nisazi ngokuqinisekileyo nje okokuba mna ndinguMthunywa ka-Allâh kuni?" Ke kaloku bathi besakuphambuka, uAllâh Wenza iintliziyo zabo zaphambuka. Ke kaloku uAllâh Akabakhokeli abenzi bobubi.
6. Yabona xa u-'Îsâ, unyana ka Maryam, wathi, "Hini na Bantwana bakwaSirayeli, inene mna ndinguMthunywa ka- Allâh kuni, ndingqina oko kwafika ngaphambili kunam kukwiTorah, ndiniphathele iindaba ezivuyisayo zoMthunywa oza kufika emveni kwam, ogama lakhe linguAhmad." Kodwa wathi esakufika kubo (uMthunywa lowo), bathi bona, "Lo ngumlingo ocacileyo."
7. Ngubani na intswela bulungisa egqitha oqamba okungeyonyani ngoAllâh, lo gama emenyelwa kwi-Islam. Ke kaloku uAllâh Akabakhokeli abantu abangabenzi bobugwenxa.
8. Banqwenela ukucima ukukhanya kuka-Allah ngemilomo yabo, UAllâh Yena Uza kukufezekisa ukukhanya kwaKhe, enokuba abangakholwayo bakuchase kangakanani na oko.

9. NguYe Othumele uMthunywa waKhe nesiKhokelo nenkolo yenyaniso ukuba ayibonakalise ngaphezulu kweenkolo zonke, enokuba abo bangabanquli zithixo bakuchase kangakanani na oko.

Icandelo 2

10. Hini na nina bakholwayo ndinganikhokeleli kunaniselwano oluya kunisindisa esohlwayweni esibuhlungu?
11. Kholwani kuAllâh noMthunywa waKhe nizabalaze eNdleleni ka-Allâh ngobutyebi benu nangobomi benu. Oko kokona kulungileyo kuni, ukuba benisazi!
12. Yena Uya kunixolela izono zenu, Aningenise eMiyezweni ekumpompoza imilambo phantsi kwayo nemizi emihle eMiyezweni yokuhlala ngonaphakade. Leyo ke yimpumelelo enkulu.
13. Kananjalo niya kuzuza olunye uBabalo kuAllâh eniya kuluthanda noloyiso, vakalisa (Muhammad) iindaba ezivuyisayo kumakholwa.
14. Hini na nina bakholwayo, yibani ngabancedisi baka-Allah, njengangoko u'Isâ, unyana kaMaryam wathi kubafundi bakhe, "Ngoobani na abancedisi bam kuAllâh?" Abafundi bathi, "Thina singabo abancedisi baka-Allah." Ke kaloku iqela (elithile) kuBantwana bakwaSirayeli laya alakholwa. Thina ke Sancedisa abo bakholwayo ngokuchasene neentshaba zabo, baza baba nolongamelo.

ISahluko 62
AL-JUMU'AH (ULWESIHLANU) 62

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Okusemazulwini nokusemhlabeni kuzukisa uAllâh, uKumkani, uSobungcwele, uSobunganga, uSobulumko.
2. NguYe Othumele uMthunywa phakathi kwabangakwazi kubhala nakufunda, ephuma phakathi kwabo, ebacengcelezela iiVesi zaKhe, ebahlambulula, ebafundisa iNcwadi (i'Kur'ân) nobulumko nangona ngaphambili babesekulahlekeni okucacileyo
3. Kanti nakwabanye babo abangekadibani nabo. Yaye Yena nguSobunganga, uSobulumko.
4. Obo bubuBele buka-Allâh Abunika lowo Athande ukumnika kwaye uAllâh nguMnini buBele obuninzi
5. Umzekelo wabo babenikwe iTorah baza abayithabathela (ngqalelo) unjengalowo wembongolo ethwala imfumba yeencwadi (Kodwa kube kungekho nto iyiqondayo ngokubhalwe phakathi kwazo). Mmbi kanobom umzekelo wabantu abaphika iiVesi zika-Allâh. Ke Yena UAllâh Akabakhokeli abantu abenza ubugwenxa.
6. Yithi, "Hini na nina maYuda! Ukuba ngaba nina nibanga ukuba ngabahlobo baka-Allah, (abanye) abantu abangabo, langazelelani ukufa kaloku ukuba nithetha inyaniso.
7. Kodwa (nakanye) abangekhe bakulangazelele ngenxa yoko (kungcolileyo) kwenziwe zizandla zabo! Kananjalo uAllâh Uyabazi abenzi bobubi.
8. Yithi, "Inene ukufa oko nikubalekayo kuza kugagana nani, Niya kubuyiselwa (kuAllâh), uMazi wokungabonwayo, kwaye Uza kunixelela ngoko nanikwenza.

Icandelo 2

9. Hini na nina bakholwayo xa umemezelo mthandazweni lukhwazwa ngemini yeJum'ah (uLwesihlanu), Gxagxamisani ukuya kwinkumbulo ka-Allâh nishiye unaniselwano, (amashishini). Oko kokona kulungileyo kuni ukuba benisazi!
10. Ke kaloku wakuphetwa umthandazo, yithani saa elizweni nifune ubuBele buka-Allâh (ngokusebenza), nikhumbule uAllâh rhoqo kananjalo ukuze niphumelele.
11. Kodwa bona (abafundi bakho Muhammad) bathi bakubona okuthengiswayo okanye okwabiwayo bangxamele kuko, bakushiye umile (apho wedwa). Yithi ke wena; "OkukuAllâh kuhle ngaphezulu kunentengiso, yaye uAllâh nguYena Ulungileyo kunabo bonke ababoneleli."

ISahluko 63
AL-MUNÂFI'KÛN (ABAHANAHANISI) 63

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Xa abahanahanisi befika kuwe (Muhammad), bathi, "Siyangqina okokuba unguMthunywa ka-Allâh." UAllâh Uyakwazi kakade okokuba unguMthunywa waKhe, uAllâh Yena Unika ubungqina bokuba abahanahanisi ngamaxoki.
2. Bathabatha izifungo zabo njengento yokusithela, baze baphambukise (abantu) eNdleleni ka-Allâh. Inene kungcolile oko bakwenzayo.
3. Oko kungenxa yokuba baya bakholwa baphinda futhi bangakholwa; ngoko ke iintliziyo zabo zitywiniwe koko abaqondi bona.
4. Ke kaloku xa ubajongile wena imizimba yabo iya kuxolisa naxa bethetha uphulaphule intetho yabo ibangathi zizijungqu zeenkuni ezimisiweyo. Bona bacinga ukuba lonke izwi elikhwazayo lichasene nabo. Balutshaba bona, balumkele ke wena. Wanga uAllâh Angabatshabalalisa, baqhatheke (baphuma) njani (eNdleleni)?
5. Naxa kusithiwa kubo, "Yizani uMthunywa ka-Allâh Uza kunicelela itarhu (kuAllâh)," banikina iintloko zabo ubabone nawe betshikila besimka ngenkukhumalo.
6. Kuyafana kubo nokuba ungabacelela itarhu okanye ungabaceleli, Akasokuze Abaxolele uAllâh, Inene uAllâh Akabakhokeli abantu abangabenzi bobubi.
7. Bona ngabo bathi, "Musani ukunikela nto kwabo bakunye noMthunywa ka-Allâh de bachithakale (bamshiye)." Ke kaloku ngabaka-Allah oovimba bamazulu nomhlaba kodwa abahanahanisi abaqondi bona.

8. Bathi, "Ukuba sinokubuyela eMadinah, oyena uhloniphekileyo uza kubagxotha abangento yanto phaya." Kodwa intlonipheko, amandla nozuko zezika-Allah, noMthunywa waKhe namakholwa kodwa abahanahanisi abazi bona.

Icandelo 2

9. Hini na nina bakholwayo! Musani ukuvumela ubutyebi benu nabantwana benu baniphambukise eNdleleni ka-Allâh, nabani na owenza oko, abo ngabona bangabalahlekelwa.
10. Nikelani ke eNdleleni ka-Allâh koko Sininike kona phambi kokuba ukufa kufikele omnye wenu, aze athi, "Nkosi yam akwaba Ubunokukhe Undimele ixeshana elifutshane ukuze ndinikele kumalizo ndibe ngomnye wamalungisa."
11. Kodwa (Yena) uAllâh Akasokuze Awumele umphefumlo xa sele lifikile ixesha lawo. Kananjalo uAllâh Unolwazi ngoko nikwenzayo.

ISahluko 64
AT-TAGRHÂBUN (ILAHLEKO NENZUZO YAMACAL'OMABINI) 64

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Okusemazulwini nasemhlabeni kuzukisa uAllâh, lolwaKhe ulongamelo kananjalo ukudunyiswa kokwaKhe, yaye Unamandla ngaphezulu kwezinto zonke.
2. NguY Owanidalayo, ukant phakath kwen kukho abangakholway kwalaph phakath kwen kubekho abakholwayo. Kanti ke Yena uAllâh Uyakubona enikwenzayo.
3. Yena Wadala amazulu nomhlaba ngenyaniso, Wanibumba Wazifezekisa izimo zenu kwaye kukuYe apho kuza kuphelelwa khona.
4. Uyakwazi okusemazulwini nasemhlabeni, Ekwazi kananjalo enikufihlayo nenikuvezayo, kwaye uAllâh nguMazi wokusezifubeni.
5. Azifikanga na kuni iindaba zabo babengakholwa mandulo? Bona bazingcamla iziphumo zomcimbi wabo, yaye baza kufumana isohlwayo esibuhlungu.
6. Oko kungenxa yokuba abaThunywa babo babeye beze kubo benobungqina obucacileyo, kodwa bona bathi, "Singakhokelwa ngabantu thina kakade?" Baya abakholwa ke batshikila. Kodwa Yena uAllâh Wayengenamfuno yabo, uAllâh sisiTyebi, Ufanelwe zizo zonke iindumiso.
7. Abo bangakholwayo babanga ukuba abasokuze bavuswe. Yithi wena, "Ewe, ndifunga ngeNkosi yam, niya kuvuswa ngenene, kwaye niza kuxelelwa ngokwenene ngako (konke) enakwenzayo. Kulula oko kuAllâh.

8. Ke kaloku kholwani kuAllâh nakuMthunywa waKhe nasekukhanyeni (i'Kur'ân), eSinithumelele kona. Kananjalo uAllâh Unolwazi ngoko nikwenzayo.
9. NgeMini Aya kunihlanganisela iMini yokuhlangana. Leyo yiMini yembandezelo. Nabani na okholwayo kuAllâh, enze izenzo ezilungileyo, Yena (uAllâh) Uya kumsusela izenzo ezigwenxa kuye, Amngenise naseMiyezweni ekumpompoza kuyo imilambo ngaphantsi kwayo, apho baya kuhlala khona ngonaphakade. Leyo yiyona mpumelelo inkulu.
10. Ke bona abo bangakholwayo baphika iiVesi zeThu abo ngamadlelane oMlilo, baya kuhlala apho kuwo ngonaphakade, hayi ububi besiphelo sabo!

Icandelo 2

11. Akukho ntlekele ihlayo ingehli ngemvume ka-Allâh. Nabani na ke okholwayo kuAllâh uya kumkhokelela intliziyo yakhe, ke kaloku uAllâh ngumazi weento zonke.
12. Thobelani uAllâh nithobele noMthunywa; kodwa ukuba niye nabuya umva ke (uxanduva) olusemagxeni oMthunywa weThu kukuvakalisa (umyalezo) ngokucacileyo.
13. UAllâh, akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe. Kananjalo kukuAllâh apho amakholwa makabeke ithemba lawo khona.
14. Hini na nina bakholwayo, inene phakathi kwabafazi benu nabantwana benu kukho abazintshaba kuni, ngoko ke balumkeleni kodwa ke ukuba niyabaxolela, naphulele, ninge aniboni, inene uAllâh nguMxoleli, uSozinceba.
15. Ubutyebi nabantwana benu buluvavanyo (kuni) ukanti uAllâh Yena Unomvuzo omkhulu.
16. Yoyikani uAllâh ke kangangoko ninako, niphulaphule nithobele, ninikele (eNdleleni ka-Allâh); kuya kulunga emiphefumlweni yenu (oko). Kananjalo lowo ukhuselekileyo

ebugqolweni bomphefumlo wakhe, Abanjalo ngabo abaya kuphumelela.

17. Ukuba niboleke uAllâh, imboleko entle, Yena Uya (kuyibuyisa) ngokuphindeneyo kuni, Anixolele futhi. Ke kaloku uAllâh ngoYena Unombulelo noYena Unyamezelayo.

18. UMazi wokungabonwayo, nokubonwayo, uSobunganga, uSobulumko.

ISahluko 65
AT-TALÂ'K (UQHAWULO MTSHATO) 65

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Hini na Mprofeti, xa nina (maMuslim) niqhawula umtshato nabafazi, wuqhawuleni (ngesiqalo) sexesha labo lokulinda, nilibale kananjalo ixesha (labo) lokulinda, noyike uAllâh iNkosi yenu. Musani ukubagxotha kwimizi (yabayeni) babo nabo oku kwabo abafanelanga kuzimkela (phakathi exesheni apho) ngaphandle kokuba benze uburheletya ngokucacileyo. Leyo ke yimiqathango ka-Allâh. Nabani na ogabadela imiqathango ka-Allâh; uzonile (lowo) ngokwakhe buqu. Anazi na nina ukuba mhlawumbi uAllâh Angavelisa into engumahluko emva koko?
2. Xa ke sele (bephantsele) ukuzalisekisa ixesha elo nisengabagcina ngemvisiswano entle kungenjalo nahlukane nabo ngesihle. Nize namangqina amabini angamadoda angamalungisa phakathi kwenu, nimisele ubungqina obamkelekileyo kuAllâh. Oko kuyalelwa lowo ukholwayo kuAllâh nakwiMini yokuGqibela. Ke kaloku lowo umoyikayo uAllâh, Uya kumenzela indlela.
3. Kananjalo Uya kumbonelela apho ebengalindelanga khona. Nabani na othembele kuAllâh, Yena Wanele kuye. Inene uAllâh Uza kuyifezekisa eyaKhe injongo. UAllâh sele kakade Emmisele (lowo) ngeento zonke.
4. Ke kaloku kwabo bangasalindelekanga ukuya exesheni phakathi kwabafazi benu ukuba niyathandabuza, elabo ixesha ziinyanga ezintathu, kanti nakwabo bangekayi exesheni. Bona abo bamithiyo ixesha labo (lokulinda emva koqhawulo

mtshato) kukuba bade bazale. Nabani na ke omoyikayo uAllâh, Uya kumenzela lula umcimbi wakhe.

5. Lowo ngumyalelo ka-Allâh, Awuthumele phantsi kuni; nabani na lowo woyika uAllâh Uya kumsusela izenzo zakhe ezigwenxa kuye, Amenzele mkhulu umvuzo wakhe.
6. Bahlaliseni apho nihlala khona ngendlela eninako (ukwenza ngayo) ningabenzi bubi ngendlela yokubacinezela (nibaphathe kakubi). Ukuba ngaba bamithi, ke bahoyeni bade bazale. Ukuba banincancisela (iintsana zenu) banikeni intlawulo yabo ebafaneleyo kananjalo ngamnye kuni makalamkele icebiso lomnye ngendlela enesihle. Ke kaloku ukuba nenzelana ubunzima, abanye abafazi basenokumncancisela usana (uyise wosana).
7. Ke kaloku indoda esisityebi mayithabathe kubutyebi bayo, leyo ingqwebo yayo incitshiweyo mayithabathe koko uAllâh Ayinike kona (yondle umfazi). UAllâh Akawuthwalisi umphefumlo umthwalo ngaphandle kwalowo Awunike wona, uAllâh Uya kuzisa emveni kobunzima, ubululula (ukuphumla).

Icandelo 2

8. Zingaphi izixeko ezaba nendelelo mayela nomyalelo weNkosi yazo nabaThunywa baYo. Sazithabatha ke ukuba zihlawule intlawulo ebuhlungu, Sazohlwaya ngesohlwayo esibi.
9. (Ngasinye kuzo ezo zixeko) sangcamla iziphumo ezibi zemeko yaso. Kwaye isiphumo semeko yaso saba yilahleko.
10. UAllâh Ubalungiselele isohlwayo esibuhlungu; yoyikani uAllâh kengoko, hini na nina bantu banengqondo bakholwayo, uAllâh Uthumele umyalezo kuni (i'Kur'ân).
11. (Uthumele) uMthunywa (uMuhammad), enicengcelezela iiVesi ezicacileyo zika-Allâh khon'ukuze ngazo Akhuphe abo bakholwayo benza izenzo ezilungileyo ebumnyameni abafake ekukhanyeni. Lowo ukholwa kuAllah, enze okulungile Yena

Uya kumngenisa eMiyezweni ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo, bahlale apho ngonaphakade. UAllâh Uya kumlungiselela imbonelelo entle.

12. NguAllâh Odale amazulu asixhenxe nomhlaba ngokukwanjalo. Umyalelo (waKhe) uhla phakathi kwawo khon'ukuze nazi okokuba Unamandla ngaphezulu kunezinto zonke kwanokuba uAllâh Ugubungele zonke izinto ngolwazi.

ISahluko 66
AT-TAHRÎM (OKWALELWEYO) 66

Egameni lika-Allah, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Hini na Mprofeti, kungani na ukuba uzalele wena oko uAllâh Akwenze kwavumeleka kuwe? Wena usuke ufune imvume yabafazi bakho? Kanti Yena uAllâh nguMxoleli, nguSozinceba.
2. UAllâh sele Eyalele kuni ukutshitshiswa kwezifungo zenu nina (maMuslim). Ke kaloku uAllâh nguMkhuseli wenu, Uyazi, nguSobulumko.
3. Yabona; uMprofeti wahlebela omnye wabafazi bakhe (uHafsah) into waza yena (uHafsah) wayixelela omnye (u'A-ishah). UAllâh Wenza okokuba yazeke kuye (uMthunywa); (uMthunywa) yena wachaza inxalenye, wayishiya inxalenye yayo. Ukumxelela kwakhe (uHafsah) ngayo, wathi yena, "Ngubani okuxelele oku?" Wathi yena (uMthunywa), "NguSolwazi, uMqapheli."
4. Ukuba nina nobabini (bafazi boMprofeti) ningabuyela kuAllâh ngenguquko (kuya kunilungela oko), iintliziyo zenu zithambekele (ngasekuphikisaneni noMprofeti). Ukuba niyancedisana ke ngokuchasene naye, inene uAllâh nguMkhuseli wakhe, noJibrîl nabangamalungisa kumakholwa neengelosi ngapha koko, ngabancedisi (bakhe).
5. Mhlawumbi iNkosi yakhe ukuba unokuqhawula umtshato nani (nonke); Ingambekela abafazi abangcono kunani abazinikeleyo (kuAllâh), bekholwa ngokuzinikeleyo, abanentobeko abaguqukayo, abakhonzayo, nabazilayo (abanye) babekhe benda nabaziintombi (abangazanga benda).

6. Hini na nina bakholwayo, zikhuseleni nina neentsapho zenu eMlilweni osivuthusi sawo singabantu namatye ekubekwe iingelosi phezu kwawo ezingqwabalala, zona azikhe zingamthobeli uAllâh kuloo nto Aziyalele yona koko zenza ezikuyalelweyo.
7. Hini na nina bangakholwayo ningazithetheleli ngayo le Mini niya kubuyekezwa kuphela ngoko nanikwenzile.

Icandelo 2

8. Hini na nina bakholwayo guqukani kuAllah ngenguquko enyanisekileyo, mhlawumbi iNkosiyenu Iya kunicamagushela izenzo zenu ezigwenxa kuni, Inigenise eMiyezweni ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo. NgeMini apho uAllâh Angayi kumhlaza uMprofeti nabo bakholwayo kunye naye. Ukukhanya kwabo kuya kuhamba ngaphambili kubo nangasekunene kwabo, kananjalo baya kuthi, “Nkosi yethu sigqibelelisele ukukhanya kwethu, Usixolele (izono zethu), Inene Wena Unamandla ngaphezu kwezinto zonke.
9. Hini na Mprofeti, zabalaza ngokuchasene nabangakholwayo nabahanahanisi, ube ngqwabalala kananjalo kubo. Indawo yabo yokubalekela sisiHogo. Ayisembi ngako indawo abaza kuphelela kuyo!
10. UAllâh Wazisa ngomzekelo kwabo bangakholwayo: Umfazi kaNûh nomfazi kaLût. Bobabini bona babephantsi kwezicaka zethu ezibini ezingamalungisa kodwa bazingcatsha, ngoko ke bona (abaProfeti abo) azanga babancede nto kuAllâh kananjalo kwathiwa kubo, “Ngenani eMlilweni kunye nabo bangenayo.”
11. Kananjalo uAllâh Wenza umzekelo kwabo bakholwayo: Umfazi kaFir‘awn, xa wathi, “Nkosi yam, ndakhele umzi ecaleni kwaKho ePaladesi, Undisindise kuFir‘awn nezenzo zakhe, Undisindise nakumsebenzi wakhe (obubugwenxa), Undisindise nakubantu abenza ububi.”

12. (Nomzekelo) kaMaryam intombi ka'Imrân Owabulondolozayo ubunyulu bakhe, ngoko ke Savuthela kuye umoya weThu, waza wakholwa kumazwi eNkosi yakhe neziBhalo zaYo, kwaye yena (uMaryam) wayengomnye wababezinikele, benentobeko.

ISIQENDU 29

ISahluko 67
AL-MULK (UBUKUMKANI) 67

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Usikelelekile loWo eSandleni saKhe kukho uBukumkani, Onamandla ngaphezulu kwezinto zonke.
2. Yena loWo Wadala ukufa nokuphila ukuze Anivavanye (kucace ukuba) nguwuphi na kuni olungileyo ngezenzo. Yena nguSobunganga, uMxoleli.
3. Yena lowo Wadala amazulu asixhenxe alekeneyo. Akuboni kungangqinelani endalweni kaSozinceba. Ngoko ke guquka ujonge (esibhakabhakeni), likhona na ithanda olibonayo?
4. Phinda ujonge kwakhona okwesibini. (Oko) kujonga (kwakho) kuya kubuyela kuwe kuthobekile kudiniwe.
5. Inene Thina Sihombise izulu elikufuphi ngezibane (iinkwenkwezi), Senza kananjalo ngazo oko kugityiselwa ngako amashayâtîn (ooSathana), yaye Sibalungiselele isohlwayo seDangatya.
6. Ke kaloku okwabo bangakholwayo eNkosini yabo sisohlwayo sesiHogo, hayi ukuba libi kwekhaya (labo) lokugqibela!
7. Xa bephoswa kuso, beva ukufunxa kwaso (okoyikisayo) lo gama sibila nokubila.
8. Siphantsela ukugqabhuka ngumsindo, maxa onke iqela (elithile) liphoswa phakathi kuso, abagcini baso bayababuza, “Akuzanga kufike Mlumkisi na kuni?”
9. (Baphendula) bathi bona, “Ewe, uMlumkisi wayefikile kuthi kodwa samphikisa thina sathi, “UAllâh akukho nto Ayithumele phantsi, nina (baLumkisi) aninto yimbi ngaphandle kokuba sekulahlekeni okukhulu.”

10. Kananjalo baya kuthi, “Akwaba sasiphulaphule okanye saqiqa, ngesingabangakho phakathi kwamadlelane eDangatya loMlilo!
11. Ke kaloku baya kusivuma isono sabo, ngoko ke kude lee ngabahlali baseDangatyeni loMlilo!
12. Inene abo bayoyikayo iNkosi yabo Engabonwayo, okwabo iya kuba kukuxolelwa nomvuzo omkhulu.
13. Ke kaloku zifihleni iintetho zenu (zasekhusini) okanye niziveze elubala, Yena nguMazi woko kusezifubeni (zabantu).
14. Akamelanga kwazi na loWo Wadalayo? Kananjalo Yena nguSobubele, Onolwazi (lweento zonke).

Icandelo 2

15. NguYe Owenza umhlaba wanilulamela ngoko ke hambani phakathi kwamathambeka awo, nidle kwimbonelelo yaKhe ukanti kukuYe apho uvuko lukhoyo.
16. Ingaba niziva nikhuselekile na ukuba Yena loWo Usezulwini Akanakuwenza umhlaba uniginye, uthi kananjalo ngokukhawuleza ujikeleze (nani)?”
17. Okanye niziva nikhuselekile ekubeni loWo Usezulwini Akanakuthumela isiphango samatye ngokuchasene nani na? Niya kwazi ke okokuba saba (sibi) kanjani na isilumkiso saM.
18. Kananjalo sele baphika kakade abo bangaphambili kunabo saba njani ke isiyalo saM?
19. Abazibon n iintak (eziphaphazela) phez kwabo ngamaphiko avuliweyo (ngaxa limbi) evalekile? Akukho bani uzibambayo (ukuba zibe sesibhakabhakeni) ngaphandle koSozinceba. Inene Yena nguSokubona ngaphezu kweento zonke.
20. Kanti ngubani na onokuba ngumkhosi wenu, anincede ngaphandle koSozinceba? Abangakholwayo abakho ntweni ngaphandle kokuzikhohlisa.

21. Ingubani khona onokunondla ukuba Ebenokusuka Ayibambe imbonelelo yaKhe (kuni)? Kodwa bona bathe gqolo ngokudelela nokuchasa (inkolo).
22. Ingaba lowo uhamba erhubuluza ngobuso bakhe ukhokeleleke ngcono na kunalowo umi nkqo eNdleleni ethe Tye?
23. Yithi, “NguYe Onivelisileyo, Waninika ukuva nokubona neentliziyo, kuncinane eninombulelo ngako.”
24. Yithi, “NguYe Onenze naba baninzi ngokuphindeneyo emhlabeni, yaye kukuYe apho niza kuhlanganiselwa khona.”
25. Ke kaloku bathi, “Sinini na esisi thembiso, ukuba (nina bakholwayo) nithetha inyaniso?”
26. Yithi, “Ulwazi (loko) lukuAllâh, mna ndinguMlumkisi ocacileyo.”
27. Kodwa ukusibona kwabo sisondela, ubuso babo bangakholwayo, buya kunxunguphala kuze kuthiwe (kubo), “Oko ke koko nanikubiza.
28. Yithi (Muhammad), “Niyabona phofu ukuba uAllâh Anganditshabalalisa ndawonye nabo bakunye nam okanye Asenzele inceba, ngubani ongabakhusela bona abangakholwayo esohlwayeni esibuhlungu?
29. Yithi, “NguSolubabalo; thina sikholiwe kuYe, kananjalo kukuYe apho sixhomekeke khona. Kwaye niza kwazi okokuba ngubani na osekulahlekeni okucacileyo.”
30. Yithi, “Niyijongile phofu (yona into yokuba): xa amanzi wenu ebenokusuka atshoniswe (emhlabeni), ngubani omnye obeza kunizela namanzi ampompozayo?

ISahluko 68
AL-'KALAM (USIBA LOKUBHALA) 68

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Nûn. (Ndifunga) ngosiba lokubhala nangoko (iingelosi) zikubhalayo,
2. Wen ngobabal lweNkos yakh (Muhammad) akuphambenanga.
3. Inene okwakho ngumvuzo ongekhe usilele.
4. Kananjal inen wen (ungumntu) ozipheth kakuhle kakhulu.
5. Ngoko ke uza kubona, nabo baza kubona.
6. Okokuba nguwuphi na kuni othwaxwa (nguSathana).
7. Inene iNkosi yakho yiYo Eyaziyo okokuba ngubani na olahlekileyo eNdleleni yaYo, IkwayiYo Ebaziyo abakhokelelekileyo.
8. Ungawathobeli ke wena maxoki.
9. Wona anqwenela ukuba ugobele (ngakuwo), kanti ngawo amakagobele (ngakuwe).
10. Kananjalo ungamthobeli nawuphi na umfungeli ongento yanto
11. Umhlebi ohamba esasaza intlebendwane ngolunya.
12. Umthinteli wokulungileyo, ogabadelayo, ongumoni,
13. Isikhohlakali, umgqakhwe[1], ongumkhohlisi ngaphezulu.
14. Ngenxa yokuba enobutyebi nabantwana,

1 1 Umgqakhwe (68:13) ngumntu ozelwe ngabazali abangatshatanga, ngamanye amazwi uzelwe phantsi kokrexezo. La mazwi ayejoliswe ku-Al-Walîd al-Mugrhirah omama wakhe wamfumana kwindoda awayengatshatanga nayo kodwa ngobuqhetseba watyhola umyeni wakhe ngomntwana uAl-Walîd al-Mugrhirah owayephila ngexesha loMprofeti. Ual-Mugrhirah waye esisityebi esaye sayamkela iIslam kodwa kamva waphinda wayiphika esenzela ukwamkeleka kuma'Kuraysh.

15. Xa iiVesi zeThu zicengcelezwa kuye, uthi, "Zintsomi zabantu bakudala!"
16. Siya kumtshisa enyhekeni!
17. Inene Sibalingile bona njengoko Salinga amahlulelane esitiya xa afungela ukuya kukha iziqhamo zaso ekuseni,
18. Engatsho nokuthi, "(ukuba iNkosi Ivumile)."
19. Ke kaloku kwafika kuso apho (esitiyeni) isibetho esivela eNkosini yakho (satsha isitiya eso) esalele wona.
20. Ekuseni Yaba ngathi sivuniwe.
21. Ke kaloku (ukuvuka kwawo amahlulelane lawo esitiya) abizana kwakusa,
22. (Esithi omnye komnye, "Yiya kwakusekusasa ezityalweni zakho xa usiya kukha iziqhamo."
23. Aphuma ke ethethela phantsi,
24. (Esithi), "Akuyi kungena kuni nawuphi na umntu olihlwempu namhlanje.
25. Ahamba ke kusekwangoko ngokuzimisela, ezicingela ukuba anamandla.
26. Kodwa athi esakusibona athi, "Inene thina siselahlekweni!
27. Ngapha koko sibandezelekile!"
28. Oyena uthobekileyo kuwo wathi, "Andikhanga nditsho na kuwe ukuba zukisa (uAllâh)?"
29. Bathi (omnye komnye), "Uzuko malube kwiNkosi yethu, inene thina sibe singabenzi bobubi."
30. Ke kaloku (baqalisa) ukusondelelana begxekana.
31. Bathi, "Yeha kuthi, inene thina sibe ngabagabadeli.
32. Mhlawumbi iNkosi yethu Iya kusinika into engcono kunaso, inene thina eNkosini yethu singabaneminqweno."
33. Saba njalo ke isohlwayo (seli hlabathi) ukanti sona isohlwayo selizayo esingaphaya, ukuba bebesazi.

Icandelo 2

34. Inen okwabenz bokulungiley yiMiyez yolonwabo eseNkosini yabo.
35. Ingaba Siza kuphatha amaMuslim njengezaphula- mthetho na?
36. Kwenzeka ntoni na kuni? Kanti nigweba kanjani na?
37. Okanye mhlawumbi ninesibhalo enifunda sona.
38. Eniza kufumana konke enikunqwenelayo (ngaso)?
39. Okanye ninezifungo (ezisisibophelelo) kuThi, eziqhuba ziye kuma kwiMini yoVuko, (ekubonakala) okokuba niya kuba noko nigwebe ukuba nibe kuko?
40. Babuze okokuba nguwuphi na apha kubo oza kukumela ngenene oko!
41. Okanye mhlawumbi banamahlulelane? Mabeze namahlulelane abo kaloku ukuba bathetha inyaniso.
42. NgeMini ubuqu buka-Allâh buya kutyhileka, ke kaloku baya kubizwa ukuba beze kuqubuda (kuAllâh) kodwa (abahanahanisi) abayi kukwazi ukukwenza oko.
43. Amehlo abo aya kuthotyelwa phantsi, bathiwe wambu kukuhlazeka; kaloku babedla ngokubizwa ukuba beze kuqubuda (emthandazweni) besenempilo entle (ehlabathini).
44. Ndiyeke ke Mna (Muhammad Ndiqubisane) nalowo uyiphikayo le ntetho (i'Kur'ân), Thina Siya kumana ukubakhokelela (esohlwayweni) apho bangaziyo.
45. Yaye Ndiya kubanika ixesha, inene elaM icebo liqinile.
46. Makube mhlawumbi ubabiza intlawulo (ngalo Myalezo) ekucaca okokuba bazifumanisa benetyala elingumthwalo kubo?
47. Okanye mhlawumbi banolwazi lokungabonwayo, abalubhala phantsi?
48. Yiba nomonde ke wena ngesigqibo seNkosi yakho, ungabi njengomfo wentlanzi (uYûnus) xa wakhwazayo ekwimo yonxunguphalo.

49. Ukuba kwakungekho ngenxa yenceba eyavela eNkosini yakhe eyamgubungelayo, ngewayejulwe elunxwemeni oluze enokusoleka.
50. Ke kaloku iNkosi yakhe yamkhetha yamenza ilungisa
51. Inene abo bangakholwayo bebengakwenza utyibilike ngamehlo abo (ngendlela abakujonga ngayo) xa besiva umyalezo kananjalo bathi, "Inene yena ushiywe ziingqondo."
52. Kodwa akunto yimbi oku ngaphandle kokuba sisikhumbuzi emazweni.

ISahluko 69
AL-HÂ'K'KAH (INYANISO) 69

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. INyaniso
2. Yintoni na iNyaniso?
3. Yintoni na enokukwazisa ukuba iyintoni na iNyaniso?
4. AmaThamûd nama-'Ad ayiphika intlekele ebethayo (ukubetha kweYure yoMgwebo).
5. Ke kaloku amaThamûd (lawo) atshatyalaliswa sisithonga esongamelayo.
6. Nama-'A (nawo) atshatyalalisw ngumoy ovuthuza ngokutswinayo.
7. Lowo Yena uAllâh Wawunyanzelayo phezu kwabo ubusuku obusixhenxe neemini ezisibhozo zilandelelana, wawungababona abantu apho bedunduluzile bengathi ngamaphanga ezibhukubhuku zemithi yesundu.
8. Ukhona ombonayo kubo (osaphilayo)?
9. Kwaza kweza uFir'awn nabo babengaphambili kunaye abazivuyavuyayo izixeko ngesono.
10. Baya abamthobela uMthunywa weNkosi yabo, Yabahlasela ke ngohlaselo olumandla.
11. Inene athi amanzi akuphuphuma, Sanithwala nina (ookhokho benu) enqanaweni eyayidada (kaNûh).
12. Khon'ukuze Siyenze ibe sisikhumbuzi kwanokuba indlebe evayo iphaphame ngayo.
13. Xa iXilongo livuthelwa ngesithonga esinye
14. Umhlaba neentaba ziphakanyisiwe zaphinda (zagangathwa) zeetyaba ngesithonga esinye.
15. Ngaloo Mini ke isehlo (uVuko) siya kuhla,

16. Nezulu liya kucandeka, (livuleke) kuba ngayo loo Mini liya kuba yacuyacu.
17. Ke kaloku emacaleni alo kuya kuba kukho iingelosi, ezisibhozo ngalooMini ziya kuba zithwele iTrone yeNkosi yakho phezu kwazo.
18. Ngayo loo Mini niya kuziswa ekugwetyweni, akukho mfihlo yenu iya kufihlakala.
19. Ke lowo uya kunikwa iNcwadi yakhe esandleni sakhe sokunene uya kuthi, "Nantsi! Fundani iNcwadi yam!
20. "Inene mna ndaye ndakholwa ukuba ndiza kudibana nokubhaliweyo (ngam)!
21. Lowo ke uya kuba sebomini, obumnandi
22. Epaladesi ephakamileyo.
23. Iziqhamo zona ziya kunqothulwa zisezantsi kufutshane.
24. (Kuya kuthiwa kubo), "Yityani nizanelise ngenxa yoko nazenzela kona (kwangethuba) ngemihla eyadlulayo."
25. Ke lowo uya kunikwa iNcwadi yakhe esandleni sakhe sokhohlo, uya kuthi, "Yeha kum, akwaba bendingayinikwanga iNcwadi yam.
26. Andayazi kwa ukuyazi into ebhalwe ngam.
27. Akwaba (ukufa kwam) bekusisiphelo sobomi bam![1].
28. Ubutyebi bam abundincedanga nto;
29. Igunya lam limkile kum (nokuhlonipheka kuphelile kum)![2]"
30. (UAllâh Uya kuthi), "Mbambeni nimkhonkxe;
31. Nimqhubele eDangatyeni loMlilo (wesiHogo).
32. Nimqamangele ngekhonkc elibude bal buzii kubite ezingamashumi asixhenxe![3]

1 Uya kunqwenela ukuba akwaba ukufa oku ibisisiphelo sobomi bakhe ingabi yondlela yokungena kobunye ubomi njengoko kunjalo (69:27).

2 Andisenamandla (69:29) akulawula nto.

3 iikubite (69:32) ngesiNgesi zii'Cubits'. I'cubit' enye inobude obungama-45 ukuya kuma-56 centimetres' xa ke ezoo kubite zingama-70 oko kuthetha ukuba zingama-3150 centimintres ukuya kuma-3920 centimintres oko kutsho ukuthi ngama-31,5 eemitres ukuya kuma-39, 2 eemertes.

33. Inene yena wayengakholwa kuAllâh, Ongoyena Mkhulu."
34. Engazanga akhuthaze nokondliwa kwamahlwempu.
35. Ngok k akasenaye namhlobo wakh osenyongweni namhlanje
36. Engenakuty kumb ngaphandl kwencind ephuma ezilondeni (ububomvu).
37. Akukho nabani na oya kuyitya (loo ncindi) ngaphandle kwaboni

Icandelo 2

38. Ndifunga ngoko nikubonayo,
39. Nangoko ningakuboniyo,
40. (Okokuba), inen (i'Kur'ân) ililizw lomthunywa ohloniphekileyo.
41. Kananjalo ayilolizwi lembongi, kuncinane enikukholelwayo.
42. Ingelolizwi lomvumisi, kuncinane enikukhumbulayo.
43. (Yona) sisiTyhilelo esivela kwiNkosi yamaphakade.
44. Ukanti ukuba ngaba yena (uMuhammad) ebengaqamba iintetho zobuxoki ngaThi,
45. BeSiya kumxhakamfula ngesandla sakhe sokunene;
46. Size Simqhawule umthambo (wegazi osuka entliziyweni).
47. Kwaye akukho namnye kuni obeya (kuSithintela Thina) kuye.
48. Inene yona (i'Kur'ân) isisikhumbuzi kumalungisa.
49. Kananjalo, Siyazi Thina okokuba phakathi kwenu kukho abaphiki.
50. Ke kaloku yona (i'Kur'ân) iya kuba ngunobangela wokuzisola kwabangakholwayo.
51. Yona ke ngenene iyinyaniso yokwenene.
52. (Wena) zukisa igama leNkosi yakho eNkulu.

ISahluko 70
AL-MA'ÂRIJ (IINDLELA EZINYUKAYO) 70

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Umbuzi wabuza ngesohlwayo esele siza kuhla
2. Phezu kwabangakholwayo ekungekho bani unokusijika
3. Sivela kuAllâh, uMnini weendlela ezinyukayo.
4. Iingelosi noMoya (oyiNgcwele) ziya kunyuka ziye kuYe ngeMini ebude bayo bungamawaka angamashumi amahlanu.
5. Linda ke ngomonde omhle.
6. Inene bona bayibona (ngathi) imgama.
7. Kodwa Thina Siyibona ikufuphi.
8. NgoMhla isibhakabhaka siya kuba njenge-oli emdaka.
9. Iintaba zibe njengoboya.
10. Akuyi kubakho mhlobo uya kubuza ngomhlobo (wakhe),
11. Baya kubonana. Umoni uya kunqwenela ukuba akwaba ebeza kuhlawulelwa (akhululwe) esohlwayweni saloo Mini ngabantwana bakhe[1].
12. Nangomkakhe nomntakwabo.
13. Nezizalwana zakhe ezizezona zisondeleyo kuye ezamnika indawo yokuhlala.
14. Naye wonke osemhlabeni ukuba amsindise
15. Nakanye! Inene iya kuba liDangatya (loMlilo wesiHogo),
16. Oxwantsula (utshise) intlonze (yentloko)!
17. Ubize (wonke) owafulathela (inyaniso) walushiya ukholo
18. Waqokelela ubutyebi wabufumba.
19. Inene umntu wadalwa waxhalaba (wasisingxami).

1 Oku (70:11) kuthetha ukuba UMntu uya kurhalela ukuzikhulula ngokunikela ngabantwana bakhe okanye umfazi wakhe ukuzisindisa esohlwayweni saloo Mini.

20. Xa ububi (intsokolo) bumchukumisa akanyamezeli.
21. Xa okulungileyo (ubutyebi) kumchukumisa abe nobugogotya (abe ligqolo),
22. Ngaphandle kwabo bazinikeleyo kwi*Salâh* (emthandazweni).
23. Abo benza iSalah yabo rhoqo;
24. Nab ebutyebin bab kukh amalungel azekayo (kwabasweleyo).
25. Kumngqibi, nobandezekileyo,
26. Nabo bakholwayo kwiMini yembuyekezo.
27. Nabo banoloyiko lwesohlwayo seNkosi yabo
28. Inene isohlwayo seNkosi yabo seso kungekho namnye ungaziva ekhuselekile kuso.
29. Nabo balondoloza iindawo zabo ezinqabileyo[2].
30. Ngaphandle kwakubafazi babo nabo babanjwe zizandla zabo zokunene, bona abanakusoleka.
31. Kodwa ke lowo ufuna okungaphaya kunoku, inene abenza njalo ngabagabadeli
32. Ke bona abo bagcina intembeko nezithembiso zabo.
33. Nabo bemayo kubungqina babo (bangagungqi).
34. Nabo bazilondolozayo ii*Salâh* zabo.
35. Abo ngabo baya kuba seMiyezweni behloniphekile.

Icandelo 2

36. Yintoni kanye ngabo bangakholwayo, bengxama phambi kwakho nje (Muhammad).
37. (Bahlale) ekunen (kwakho) nasekhohl (kwakho) bengamaqela ahlukeneyo?

2 Abalondoloza ubunyulu babo (70:29) ngabahlambulukileyo, abangadibaniyo ngesondo nabantu ekungekho qhina lamtshato phakathi kwabo nabo. Ababanjwe zizandla zabo zokunene ngamakhobokazana abo, ayefumaneka ngokuthengwa kungenjalo ngokuthinjwa emfazweni nto leyo ingasekhoyo kungokunje. Apha akuxelwa isicakakazi sakho esikusebenzelayo.

38. Ingaba ngamnye kubo ulangazelela ukungena eMyezweni wolonwabo?
39. Nakanye! Thina Sibadale ngoko bakwaziyo!
40. Ngok k Ndifung ngeNkos yeempum neentshona okokuba Thina inene Sinamandla.
41. Singabeka abanye abangcono endaweni yabo; yaye akukho nto inokuSithintela Thina.
42. Bayeke ke wena bancokole ubuvuvu bazonwabise bade bahlangane neMini yabo abathenjiswe ngayo.
43. NgeMini abaya kuphuma ngokungxama emangcwabeni bangxame ngathi baya esithixweni esimisweyo.
44. Amehlo abo ethotyiselwe phantsi, ihlazo liya kuba libambethe. YiMini abathenjiswe ngayo ke leyo!

ISahluko 71
NÛH (UNOWA) 71

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Inene, Thina Sathumela uNûh kubantu bakubo, (Sisithi), "Lumkisa abantu bakuni phambi kokuba bafikelwe sisohlwayo esibuhlungu."
2. Wathi yena, "Hini na bantu bakuthi! Inene mna ndinguMlumkisi ocacileyo kuni!
3. (Ndisithi kuni), 'Khonzani uAllâh, noyike Yena, nindithobele.'
4. Wathi, '(UAllâh) Uya kunixolela izono zenu Aze Animele (Ngesohlwayo) ixesha elikhethiweyo. Inene ixesha elikhethwe nguAllâh xa sele lifikile, aliyi kubanjezelwa, ukuba benisazi.'"
5. Wathi, "Nkosi yam inene mna ndibamemile abantu bakuthi ubusuku nemini."
6. Kodwa ukubamema kwam akubenzelanga nto ngaphandle (kokubongezelela) ukubaleka (enyanisweni).
7. Kananjalo maxa onke ndibamema (ndisithi kubo) Uya kuba xolela Wena, (Basuka) bafake iminwe yabo ezindlebeni zabo, bazigqume ngeengubo zabo bale bakhukhumale ngenkukhumalo (enkulu).
8. Ndibamemile esidlangalaleni
9. Ndaphinda ndenza isibhengezo, (ndathetha) nabo ekhusini,
10. Ndisithi (kubo), "Celani itarhu eNkosini yenu. Inene Yona, nguMxoleli wanaphakade.
11. Yona Iya kunithumelela (imvula) esibhakabhakeni ingumkhumezelo.
12. Iya kunandisela ubutyebi nabantwana, Ininike izitiya, nemilambo."

13. Yintoni na ngani (le nto) ningaMnikiyo uAllâh ubungangamsha obumfaneleyo?
14. Lo gama Yena Wanidala ngokwamanqanaba (ahlukeneyo)[1].
15. Aniboni na ukuba uAllâh Wawadala kanjani na amazulu asixhenxe, elinye phezu kwelinye?
16. Wenza inyanga yaba kukukhanya apho, ilanga lona laba sisibane?
17. UAllâh Wanenza ukuba nikhulise emhlabeni (izinto) ezihluma zikhule (ngokukhula).
18. Kwaye Uza kunibuyisela kwakuwo (umhlaba lowo) Aphinde Anivelise (ngenye) imvelo?
19. Kananjalo uAllâh Unenzele umhlaba waphangalala.
20. Khona ukuze nihambe apho kuwo ezindleleni ezivulekileyo.

Icandelo 2

21. UNûh wathi, "Nkosi yam baye abandithobela mna, balandela lowo ubutyebi bakhe nabantwana bakhe bungamongezeleli nto ngaphandle kwelahleko.
22. Kananjalo bona baqulunqe iyelenqe elikhulu.
23. Bathi, "Ningabashiyi oothixo benu; ningamshiyi uWadd, uSuwâ, uYagrhûth uYa-'û'k noNasr.
24. Kananjalo bona balahlekise abaninzi. Ke kaloku (Wena Allâh) 'Ungabandiseli nto abenzi bobubi ngaphandle kokulahleka"'
25. Ngenxa yezono zabo baye batshoniswa (emanzini) baza bangeniswa eMlilweni. Abazanga bafumane mncedi ngaphandle koAllâh.
26. Ke kaloku uNûh wathi, "Nkosi yam Ungashiyi namnye kwabangakholwayo phezu komhlaba!

1 1 Oku (71:14) kuthetha ukuba uAllâh Udale umntu ngeqabaza lembewu yomntu, Wamenza waba lihlwili legazi, waza waba sisihlunu senyama esingathi sintlantlathiwe.

27. Ukuba Ubashiyile, baya kulahlekisa izicaka zaKho yaye abayi kuzala nto ngaphandle kwezingcoli (ezinoburheletya), ezingakholwayo.
28. Nkosi yam! Ndixolele mna nabazali bam nongena endlwini yam elikholwa namakholwa namakholwakazi onke. Kekaloku kubenzi bobubi ungongezi nto ngaphandle kwentshabalalo."

ISahluko72
AL-JÎNN (IMIMOYA) 72

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Yithi (Muhammad), "Kuye kwatyhilwa kum okokuba iqela lee*jinni*[1] liye laphulaphula (ucengcelezo lwe'Kur'ân), lathi, "Inene thina sive i'Kur'ân engummangaliso!
2. Ikhokelela eNdleleni elungileyo, kananjalo sikholiwe thina kuyo yaye asisayi kwayamanisa namnye eNkosini yethu.
3. Kananjalo (yona ifundisa okokuba) Osenyangweni ngoYena UyiNkosi yethu Ehloniphekileyo; Yena Akathabathanga mfazi nanyana[2].
4. Ke kaloku osisidenge phakathi kwethu (uShaytân) ebekade ethetha ugabadelo olubi ngoAllâh.
5. Ukanti thina (besihleli) sicinga okokuba abantu nee*jinni* azimelanga kuthetha buxoki ngoAllâh.
6. Kananjalo bekukade kukho ebantwini abo bafuna ukhuseleko kwii*Jinni*, zona ke zabongezelela umthawalo kuphela.
7. Nazo bezicinga kanye njengoko benicinga zisithi uAllâh Akanakuze Athumele bani (ukuba abe nguMthunywa).
8. Kananjalo thina sazama (ukuya) kuchika izulu kodwa (sasuka) salifumana lizeliswe ngabalindi abanamandla namadangatya avuthayo.
9. Ke kaloku thina sasidla ngokuncathama kwimimandla yezulu ukuya (kubisa) siphulaphule kodwa ophulaphulayo ngoku uya kufumana idangatya lomlilo limlalele.

1 I*jinni* (72:1) yimimoya eyindalo eyadalwa ngaphambili kunabantu engabonakaliyo ngeliso lenyama bambi bathi zizinto ezinje ngoonomathotholo, oomamlambo, oothikoloshe, iimpundulu nezinye izinto ezinjalo

2 Akanamfazi Engazanga Wazala nyana (72:3).

10. Kananjalo asazi nokuba kokungcolileyo na oko kuza kuhlela abo basemhlabeni, singazi nokuba iNkosi yabo Ifuna ukubabeka eNdleleni elungileyo na.
11. Bakhona abangabenzi bokulungileyo phakathi kwethu, babe abanye bengenjalo, thina sikwiindlela ezahlukeneyo[3].
12. Kananjalo thina sicinga ukuba asingekhe siMenze Asisilele uAllâh emhlabeni, singekhe siphuncule kuYe nangokubhabha.
13. Ke kaloku thina ukusiva kwethu isikhokelo siye sakholwa kuso. Ke kaloku lowo ukholwa eNkosini yakhe akayi kuba naloyiko lwalahleko (engayi kuva nabunzima) bamthwalo.
14. Kananjalo phakathi kwethu kukho abangamaMuslim kuze phakathi kwethu kubekho *ama'kâsit* (abaswelibulungisa), abo bazinikele kwi-Islam, abanjalo bazifumanele iNdlela elungileyo."
15. Wona ke *ama'kâsit* (abaswelibulungisa) aya kuba ziinkuni zesiHogo,
16. Ukuba ngaba bona (abangakholwayo) bebenokuba seNdleleni (elungileyo), beSiza kubapha basele indyebo yamanzi (imvula).
17. Ukuze Sibavavanye ngawo. Ngoko ke lowo ukreqayo kwinkumbulo yeNkosi yakhe [i'Kur'ân, (iNkosi yakhe)] Iya kumenza angene kwisohlwayo esibuhlungu.
18. Kananjalo iimasjid zezika-Allah, ngoko ke musani ukubiza namnye (nimdibanise kunye) noAllah (kuzo).
19. Ke kaloku ukuphakama kwesiCaka sika-Allâh (uMuhammad) sinqula iNkosi yaso (emthandazweni), zona (ii*jinni*) zamrhangqa ziyinyambalala (ukuza kuphulaphula).

Icandelo 2

20. Yithi (Muhammad), "Mna ndibiza iNkosi yam (kuphela) yaye andayamanisi namnye kuYo."

3 Nazo ii*jinni* (72:11) zizimvaba ngeemvaba njengathi, kukho ezilungileyo njengoko kukwakho nezingalunganga.

21. Yithi, “Akukho phantsi kwagunya lam ukuba nihlelwe bu bubi, okanye ndinifake eNdleleni elungileyo.”
22. Yithi (Muhammad), “Akukho namnye ongandikhusela kwisohlwayo sika-Allâh, ndingeze ndifumane lukhuseleko ngaphandle kwakuYe.
23. Okwam kukuvakalisa okuvela kuAllâh nomyalezo waKhe. Nabani na lowo ungaMthobeliyo uAllâh noMthunywa waKhe, inene okwakhe lowo nguMlilo wesiHogo, uya kuhlala apho ngonaphakade.”
24. (Abayi kukholwa) de babone oko babethenjiswe ngako, baya kwazi ngoko ke ukuba ngubani na kanye ekungekho yakhe ngokubhekiselele kubancedisi, noyena ungento yanto mayela nenani (labancedisi).
25. Yithi (Muhammad), “Mna andazi nokuba oko nithenjiswe ngako sele kukufuphi na nokuba iNkosi yam Iya kukubekela ixesha elide kusini na.
26. Yena Yedwa (uAllâh) nguSolwazi wokungabonwayo kwaye Akakubonisi nabani na okungabonwayo kwaKhe.”
27. Ngaphandle kwalowo Athande (ukumbonisa) kubaThunywa baKhe, Inene Yena Uthumela phambi kwakhe (umthunywa lowo waKhe) nasemva kwakhe abakhi-mkhanyo[4].
28. Ukwenzela okokuba kwazeke ukuba (abaThunywa) bayivakalisile imiyalezo yeNkosi yabo (uAllâh), kwanokuba Yena Ugubungele konke oko kukunye nabo kwaye Yena (uAllâh) Ubala izinto zonke.

4 Abakhi-mkhanyo (72:27)ziingelosi ezingabalondolozi bokukhusela uMthunywa lowo ka-Allâh uthunyiweyo.

ISahluko 73
AL-MUZZAMMIL (OZISONGELE NGEENGUBO) 73

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba

Icandelo I

1. Hini na wena uzisongele (ngeengubo)[1].
2. Vuka (uthandaze) ebusuku, nokuba kukancinane
3. Isiqingatha sabo ubusuku okanye unciphise nokuba yintwana kuso,
4. Okanye uyongeze, ucengceleze i'Kur'ân ngocengcelezo olulinganiselweyo.
5. Inene Thina Siya kuphosa phezu kwakho ilizwi elinzima.
6. Inene ukuphakama ebusuku (uthandaze) kunzima kakhulu kodwa kubalulekile yaye kulunge ngakumbi emazwini.
7. Inene okwakho ebudeni bemini kukuxakeka (okuthabatha ithuba) elide.
8. Khumbul igam leNkos yakho ke, uzinikel kuYo ngokuzinikela okupheleleyo.
9. (Yena uAllâh) YiNkosi yeMpuma neNtshona; akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe, wena thabatha Yena ukuba Abe nguMkhuseli (wakho).
10. Yiba nomonde nangoko bakutshoyo (ngawe), ungabahoyi kananjalo wena ngokungahoyi (okuyindlela) elungileyo.
11. Ubayekele kuM abaphiki, abo bahamba lula (ebomini), bamele okwethutyana.
12. Inene kuThi kukho amakhamandela (okubabopha) noMlilo ovuthayo.

1 UAllâh, Subahânahu wata 'ala (73:1) Uthetha noMthunywa waKhe uMuhammad, lwanga oxolo neentsikelelo zaka-Allâh zingaba phezu kwakhe, owayelele ezisonge ngeengubo zakhe.

13. Nokuty okukrwitshay (okomayo). Nesohlwayo esibuhlungu.
14. NgeMini umhlaba uya kungcagcazela neentaba, zize iintaba zibe yinduli yentlabathi echithakala phantsi.
15. Inene Thina Sithumele uMthunywa kuni (bantu), olingqina phezu kwenu njengoko Sasithumele uMthunywa kuFir'awn.
16. Kodwa yena uFir'awn akazanga amthobele uMthunywa, Samhlasela ke ngohlaselo olutshabalalisayo.
17. Ningayoyika njani ningakholwa nakukholwa kuyo, iMini leyo iya kwenza abantwana babe nezimvi[2].
18. Isibhakabhaka siya kuqhekeka sahlukane ngayo (loo Mini) kwaye esaKhe (uAllâh) isithembiso siyazaliseka.
19. Inene le yinkumbuzo, lowo uthandayo makathabathe iNdlela eya eNkosini yakhe.

Icandelo 2

20. INkosi yakho Iyakwazi (Muhammad) ukuba uyaphakama (uthandaze) phantse izahlulo ezibini kwezithathu zobusuku okanye isiqingatha sabo, nesithathu sabo, (Lenza njalo ke) neqela labo bakunye nawe. Ke kaloku uAllâh Uyabazi (ubude) bobusuku nobemini. Uyazile Yena into yokokuba nina (maMuslim) aninakukwazi ukwenza njalo, Waza Wabuyela kuni ngenceba, ngoko ke cengcelezani okulula (kuni) kwe'Kur'ân. Uyazile nento yokuba kuza kuye kubekho abanye abagulayo phakathi kwenu, abanye babeseluhambeni emhlabeni befuna okuvela kwiziBele zika- Allâh, abanye (benu) besilwa eNdleleni ka-Allâh. Ngoko ke nina cengcelezani okulula kuyo, nenze i*Salâh,* ninikele nge*Zakâh*, niboleke uAllâh imboleko entle. Ke kaloku nantoni na elungileyo eniza nayo ngaphambili ngokwenu, niya kuyifumana kuAllâh. Iya

2 Izimvi (73:17) ziinwele ezimhlophe eziphuma kubantu abadalala, abalupheleyo.

kuba ngcono ibe nkulu ngokomvuzo. Celani itarhu kuAllâh Inene uAllâh Uyaxolela, Unenceba



ISahluko 74
AL-MUDDATH-THIR (OZITHE WAMBU) 74

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Hini na wena uzithe wambu (ngeengubo)!
2. Vuka, ulumkise!
3. INkosi yakho (uAllâh) Yenze nkulu?
4. Iimpahla zakho uzicoce!
5. Ubumdaka ubuphephe (unqulo lwezithixo)!
6. Ungenzi inceba ufune engaphezulu (kunayo) wena
7. Kodwa mayela neNkosi yakho yiba nomonde.
8. Ke kaloku lakuvuthelwa iXilongo.
9. Loo Mini iya kuba yiMini enzima
10. Kwabangakholwayo ayiyi kuba lula.
11. Ndiyeke ke Mna nalowo Ndamdala NdiNdedwa
12. Ndampha imfumba yobutyebi.
13. Nabantwana bekhona (kuye).
14. Ndandlala (into yonke) phambi kwakhe, Ndimenzela lula ubomi bakhe.
15. Kanti usanqwenela ukuba Ndimongezelele ezinye.
16. Nakanye! Inene yena uye waba nendelelo mayela neeVesi zeThu.
17. Mna Ndiya kumgquma ngesohlwayo esibuhlungu!
18. Inene yena wacinga waqulunqa.
19. Makatshatyalaliswe ke ngendlela awaqulunqa ngayo!
20. Kwakhona makatshatyalaliswe ngendlela awaqulunqa ngayo!
21. Waphinda wajonga kwakhona.
22. Wafingi'iintshiya wakhangeleka enomsindo;
23. Wabuya umva ekhukhumele

24. Wathi, “Le (‘Kur’ân) asinto yimbi ngaphandle kokuba ngumlingo obonelwe (kwabanye abantu),
25. Le asinto yimbi ngaphandle kokuba lilizwi lomntu!”
26. Mna ke Ndiya kumqhubela e*Sa‘kar*[1] (eMlilweni wesiHogo).
27. Yintoni na engakwenza wazi ukuba iyintoni na i*Sa’kar*?
28. Ayishiyi nto kuyo, ingashiyi nto (ingayitshisanga)!
29. Ijika (yenze mnyama) izikhumba!
30. Phezu kwayo (i*Sa’kar*) lishumi elinethoba (leengelosi).
31. Ke kaloku Asibenzanga abalindi boMlilo (wesiHogo) baba yinto yimbi ngaphandle kweengelosi. Kananjalo Asilenzanga layinto yimbi inani lazo ngaphandle kokuba libe luvavanyo lwabo bangakholwayo kwanokuba abo babenikwe isiBhalo baqonde baneliseke kwanokuba abo bakholwayo bande elukholweni nabo babenikwe isiBhalo namakholwa bangabi nakuthandabuza kwanokuba abo bantliziyo zabo zinesifo (abahanahanisi) nabangakholwayo bathi, “Uthetha ukuthini na uAllâh ngawo lo mzekelo?” Ngolo hlobo ke uAllâh Ulahlekisa lowo Athande ukumlahlekisa Akhokele lowo Athande ukumkhokela. Ukanti akukho namnye owaziyo amajoni eNkosi yakho ngaphadle kwaYo. Ke kaloku (ukukhankanywa koMlilo) akunto yimbi ngaphandle kokuba yinkumbuzo ebabantwini.

Icandelo 2

32. Nakanye! (Ndifunga) ngenyanga.
33. Nangobusuku xa busimka
34. Nangentseni xa ikhanya.
35. Inene wona [uMlilo (yintuthumbiso)] enkulu
36. Usisilumkiso kubantu
37. Khona ukuze lowo uthandayo phakathi kwenu aqhubeke (nokukholwa) okanye ahlale phantsi (angakholwa).

1 Elinye lamagama esiHogo ngesi-Arabhu kuthiwa yi*Sa’kar* (74:26).

38. Wonke umphefumlo uya kubanjwa ngaloo nto uyisebenzeleyo.
39. Ngaphandle kwamadlelane okunene[2].
40. Aya kuba seMiyezweni, ebuzana,
41. Ngabaphuli-mthetho
42. (Ebabuza okokuba), Yintoni na enifake e*Sa'kar*?"
43. Baya kuthi bona, "Sasingengabo abanye babo babethandaza,
44. Sasingondli namahlwempu;
45. Kananjal sasidl ngokutheth amampung (ngabo babethandaza),
46. Kwaye sasidla ngokuyiphika iMini yembuyekezo,
47. "Sada safikelwa yinyaniso (ukufa okwakungathandabuzeki.")
48. Ngoko ke ayiyi kubanceda nto intethelelo yabo (nabaphi na) abathetheleli.
49. Yintoni kanye ngabo le nto bayitshikilelayo inkumbuzo
50. Babe ngathi ziimbongolo zasendle ezothukileyo
51. Ezibaleka ingonyama?
52. Ukusuka apho umntu ngamnye kubo unqwenela ukuba anikwe iziBhalo esele zandlaliwe.
53. Nakanye! Kodwa bona abanaloyiko loBomi oBuzayo.
54. Nakanye! Inene yona (i'Kur'ân) yinkumbuzo,
55. Ke kaloku lowo ufunayo uya kuyikhumbula.
56. Kananjalo abayi kukhumbula nto ngaphandle koko uAllâh Athande ukuba bakukhumbule. Yena Ufanelwe kukoyikwa, Wanele ukuba Axolele.

2 Amalungisa (74:39) aya kunikwa iiNcwadi zawo ezandleni zawo zokunene.

ISahluko 75
AL-'KIYÂMAH (UVUKO LWABAFILEYO) 75

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ndifunga ngeMini yoVuko!
2. Ndifunga nangomphefumlo okhalimayo[1]
3. Ingaba umntu (lo) ucinga ukuba Asiyi kuwadibanisa na amathambo akhe?
4. Ewe nje! Siyakwazi Thina nokumisa ngendlela iintupha zeminwe yakhe.
5. Kodwa umntu unqwenela ukuqhubekela phambili nokwenza isono.
6. (Ude) abuze, "Inini na iMini YoVuko?"
7. Ke kaloku xa ukubona[2] (kwabo) kuphandliwe
8. Nenyanga iba mnyama
9. Ilanga nenyanga zidityanisiwe
10. Umntu uya kuthi ngalooMini, "Iphi na indawo yokubalekela?"
11. Nakanye! Akuyi kubakho ndawo yakhuseleko.
12. ENkosini yakho ngaloo Mini kuya kubakho (indawo yokuphumla) yanaphakade.
13. Umntu ngaloo Mini uya kuchazelwa ngoko wakhokelisa ngako (okuzizenzo) nawakunkonyayo, (akanikela ngako).
14. Ke kaloku umntu uya kuba lingqina (elaneleyo) ngokuchasene nesiqu sakhe.
15. Kanti nokuba sele ezithethelela

1 Eli likholwa eliye lizikhalimele (75:2), lizohlwaye lakuzifumanisa okokuba liye lenza impazamo enjengokwenza isono.

2 Ukuphandlwa kokubona kwabo kuthetha ukungaboni kwabo ngamehlo (75:7)

16. (Wena ke Muhammad) unganyakazisi ulwimi lwakho ngayo[3] (i'Kur'ân), ungxame ngayo
17. Inene kuxhomekeke kuThi ukuqokelelwa kwayo (entliziyweni yakho) nokucengcelezwa kwayo.
18. Ke kaloku SiSakuyicengceleza (ngoJibrîl) wena landela ucengcelezo lwayo.
19. Kananjalo kukuThi ukucaciswa kwayo (kuwe).
20. Nakanye! Nina (bantu) nithanda ukungxamela obu bomi,
21. Nibuyeke uBomi oBuzayo.
22. Ubuso babanye ngaloo Mini buya kukhazimla,
23. Bejonge eNkosini yabo.
24. Ubuso babanye ngaloo Mini buya kumatsheka (buxwebe).
25. Belindele ukuba baza kuhlelwa (lilishwa) elaphula umqolo.
26. Nakanye! Xa umphefumlo ufika kugovane, (kofayo).
27. Kuye kuthiwe, "Ngubani na oza kumphilisa (amsindise ekufeni)?"
28. Ke kaloku yena (ofayo) uye aqonde okokuba (sele ilixesha lakhe) lokuhamba (kulo mhlaba).
29. Kananjal omny umlenz uy udityanisw nomnye [wambathiswe ingubo yokufa (ikafan)].
30. Ihambo ngaloo Mini ibhekisa eNkosini yakho (uAllâh)!

Icandelo 2

31. (Ngoko ke ongakholwayo) akazanga akholwe, engazanga wathandaza!
32. Kodwa endaweni yoko waphika watshikila!
33. Emva koko waya kubantu bakubo ehamba ngokuzingca (ngokuqhayisa).
34. Yeha kuwe (mntu ungakholwayo), yeha!
35. Kwakhona yeha kuwe mntu ungakholawayo, yeha!

3 Oko (75:16) kusenokuba kuthetha ukuthi umntu ocengceleza i' Kur'ân makangayicengcelezi ngokungxama.

36. Umntu (lo) ucinga ukuba uza kuyekwa yedwa angahoywa na?
37. Wayengazanga waba liqabaza elivela kulwelo lwembewu yomntu na.
38. Waza waba lihlwili elinamatheleyo, uAllâh Wadala isimo sakhe Wamlinganisela.
39. Waza ngaye wenza abalingane ababini, oyindoda nowasetyhini
40. Ingaba loo (Mdali) akakwazi ukunika bomi kwabafileyo na?

ISahluko 76
AL-INSÂN (UMNTU) 76

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Ingaba akuzanga khe kubekho xesha na emntwini apho waye eyinto engafanelanga kukhankanywa na?
2. Inene Samdala UMntu ngomxube weqabaza lembewu yomntu khon'ukuze Simvavanye; kananjalo Samenzela ukuva nokubona.
3. Samkhokela eNdleleni, nokuba uyabulela na okanye akabuleli
4. Kananjalo Silungiselele abangakholwayo amakhonkco namakhamandela neDangatya.
5. Inene wona amalungisa aya kusela indebe (yewayini) exutywe neKâfûr[1].
6. Umthombo ekuza kusela izicaka zika-Allâh (kwaye); ziwenza umpompoze ungaphezi.
7. Bona bazalisekisa izifungo zabo boyike neMini ekungcola kwayo kuya kunwenwa.
8. Kananjalo bona bapha (abanye) ukutya nangona nabo bekuthanda (kodwa bakunike) abahlwempuzekileyo, noyinkedama, nongumthinjwa.
9. (Besithi), "Sinondlela ukukholisa uAllâh, asinqweneli mvuzo nambulelo kuni.
10. Inene thina soyika iMini engqwabalala evela eNkosini yethu enonxunguphalo."
11. Ngoko ke uAllâh uya kubakhusela bona ebubini baloo Mini, Abaphe ukubengezela novuyo.
12. Kananjalo imbuyekezo yabo iya kuba yiPaladesi, nezambatho zesilika ngenxa yokuba kaloku bona baba nomonde.

1 Ikâfûr (76:5) ngumthombo onevumba elimyoli osePaladesi.

13. (Bona baya kuba) bengqiyamile (behleli, zava) ezihlalweni zabo (ezimfuma- mfuma), abayi kubona langa (litshisayo) nangqele (igodolisayo) apho.
14. Ngentla kufutshane nabo iya kuba yimithunzi yayo [iPaladesi (neziqhamo)] zayo ukuba bazinqothule, ziya kuthotyelwa ezantsi ukuba zivumele (ukunqothulwa).
15. Kananjalo kuya kuhanjiswa phakathi kwabo izitya neendebe eziya kuba zidalwe zacwenga.
16 Iigilasi ezicwengileyo ezenziwe ngesilivere ezimlinganiselo wazo wenziwe ngabo.
17. Kananjalo baya kunikwa indebe (yewayini) exutywe nejinja (*ginger*).
18. (Basele), kumthombo ophakathi (ePaladesi) obizwa ngokuba yi*Salsabîl*.
19. Kuya kuba kuhamba-hamba amakhwenkwana enziwe ngonaphakade. Xa uwabona ungacinga ukuba aziiperile ezisarhaziweyo.
20. Naxa ujonga apho (ePaladesi) uya kubona ubumnandi nobungangamsha (bokwenene).
21. Baya kwambathiswa izambatho eziluhlaza zesilika esulungekileyo, nezikhazikhazi zeengubo. Kananjalo baya kuhonjiswa ngezacholo zesilivere Ize iNkosi yabo Ibaphe isiselo esihlambululayo basele.
22. (Kananjalo kuya kuthiwa), “Inene oku kuni ngumvuzo kananjalo, umzamo wenu uyabulelwa.”

Icandelo 2

23. Inene SiThi Abathumele i‘Kur’ân kuwe (Muhammad), amathuba ngamathuba.
24. Yiba nomonde ke ngesigqibo seNkosi yakho, ungathobeli (nawuphi na) umoni phakathi kwabo okanye ongakholwayo.

25. Ke kaloku khumbula igama leNkosi yakho (emthandazweni) ekuseni nangokuhlwa.
26. Nasebusuku qubuda kuYo, uYizukise ebudeni bobusuku (obo).
27. Inene aba [bangakholwayo (baleqa)], bathande ubomi balo mhlaba beshiya ngemva kwabo iMini enzima.
28. SiThi ababadalayo Sabomeleza izimo zabo, kanti Sithanda Singayijika imbonakalo yabo ngotshintsho (olwahluke) kwaphela.
29. Inene le ('Kur'ân) isisiyalo, ngoko ke lowo uthandayo makazithabathele iNdlela eya eNkosini yakhe
30. Ukanti nina aningekhe nikwazi, ngaphandle kokuba kuthande uAllâh. Inene uAllâh nguSolwazi nguSobulumko.
31. Yena Uya kungenisa kwinceba yaKhe lowo Amthandileyo. Abenzi bobubi ke bona Ubalungiselele isohlwayo esibuhlungu.

ISahluko 77
AL-MURSALÂT (EZO ZITHUNYELWA PHAMBILI) 77

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. (Ndifunga) ngemimoya ethunyelwa phambili omnye emva komnye
2. Nangemimoya evuthuza ngamandla
3. Nangemimoya echitha-chitha amafu nemvula
4. NangeeVesi ze'Kur'ân ezahlula okulungileyo kokungalunganga.
5. Nangeezo (ngelosi) zizisa uMyalezo (kubaThunywa)
6. Ukunqamla konke ukuzithethelela, zilumkise nokulumkisa.
7. Inene oko nikuthenjisiweyo kuza kwenzeka.
8. Xa iinkwenkwezi ziphelelwe (kukukhanya).
9. Naxa izulu licandeka.
10. Naxa iintaba ziphaphatheke zemka
11. Nax abaThunyw behlanganiselw ixesh labo elikhethiweyo.
12. Yiyiphi le Mini le miqondiso irhoxiselwa yona?
13. (Irhoxiselwa) iMini yohlenga-hlengiso[1].
14. Yintoni na enokukwenza wazi ukuba iyintoni na iMini yohlengahlengiso?
15. Yeha ngaloo Mini kubaphiki!
16. ASizanga Sibatshabalalise na abamandulo?
17. Siya kubalandelisa ngabamva.
18. Senza njalo ke kuboni.
19. Yeha ngaloo Mini kubaphiki!
20. ASizanga Sinidale ngolwelo olonyanyekayo na?
21. Saza Salubeka kwindawo yalo yokhuseleko (esibelekweni),
22. Ixesha elingummiselo owaziwayo?

1 IMini yokuhlelwa kwabantu basePaladesi nabantu boMlilo wesiHogo (77:13)

23. Samisela ixesha elithile ngalo, (SiThi ke) abaMiseli xesha Abalungileyo.
24. Yeha ngaloo Mini kubaphiki!
25. Asiwenzanga umhlaba waba sisiqulathi
26. Sabaphilileyo nabaFileyo na?
27. Saza Senza apho kuwo iintaba ezinde eziqinileyo. Saninika amanzi amnandi ukuba nisele?
28. Yeha ngaloo Mini kubaphiki!
29. (Kuya kuthiwa kubo), "Yiyani koko nanidla ngokuphika!
30. Yiyani ethunzini (lomsi woMlillo wesiHogo) oziingqimba ezintathu,
31. (Kodwa) lingenamthunzi upholileyo, lingancedi nakunceda ngokuchasene neDangatya."
32. Inen won lo (msi) utakis iintlants (ezinkulu) ezingangenqaba (yamajoni),
33. Ngathi ziinkamela ezilubhelu bumnyama.
34. Yeha ngaloo Mini kubaphiki!
35. Le yiMini abangayi kuthetha,
36. Bengayi kuvunyelwa nakuvunyelwa ukuba bazithethelele.
37. Yeha ngaloo Mini kubaphiki!
38. L yiMin yoMgwebo; Siy kub Sinihlanganisile nabamandulo!
39. Ukuba ngaba ninalo icebo, cebani kaloku ngokuchasene naM (ngoku).
40. Yeha ngaloo Mini kubaphiki!

Icandelo 2

41. Inen abanyul bay kub phakath kwemithunzi nemithombo.
42. Neziqhamo (zohlobo) abalufunayo.
43. (Kuya kuthiwa kubo), "Yityani nisele nanele ngenxa yoko nakwenzayo."
44. Inene Thina sibavuza kanjalo ke abenzi bokulungileyo.
45. Yeha ngaloo Mini kubaphiki!

46. (Hini na nina bangakholwayo), yibani nisitya nizonwabise okwethutyana inene nina ningaboni.
47. Yeha ngaloo Mini kubaphiki!
48. Ukanti xa kusithiwa kubo: Gobani amadolo (phambi koAllâh)", abagobi bona.
49. Yeha ngaloo Mini kubaphiki!
50. Yiyiphi ke enye intetho emva kwayo (i'Kur'ân) abaya kukholwa kuyo?

ISIQENDU 30

Isiqendu 30

ISahluko 78
AN-NABÂ (IINDABA EZINKULU) 78

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Kungantoni na oko baphikisana ngako?
2. KungeeNdaba ezinkulu
3. Ezo bangavumelaniyo ngazo?
4. Yeha, inene kungekudala baza kwazi!
5. Kwakhona yeha, inene kungekudala baza kwazi!
6. ASiwenzang umhlab wab yindawo yokuphumla na?
7. Neentaba[1] zaba zizikhonkwane?
8. Saza Sanidala ngambini[2]?
9. Senza ukulala kwenu (kwaba lixesha) lokuphumla?
10. Senza ubusuku baba yingubo?
11. Senza imini (ixesha lokuxelengela) ukuphila?
12. Sakha phezu kwenu amazulu asixhenxe aqinileyo?
13. Senza apho isibane esikhazimlayo?
14. Sathoba amanzi ngobuninzi emafini emvula?
15. Ukuze ngawo Sivelise imbewu nezityalo?
16. Nemiyezo eshinyeneyo?
17. Inene iMini yohlenga-hlengiso yinto esele imiselwe kakade-
18. Mini leyo, iXilongo liya kuvuthelwa nize nibuyiswe niziindimbane.
19. Namazulu avuleke ngokungathi ziingcango,

1 Apha kule Vesi uAllâh Ufanisa iintaba nezikhonkwane (78:7). Izikhonkwane ziziindidi ngeendidi. Ezi kufaniswa nazo apha zezi ziye zigxunyekwe ezikoneni zeyardi yomntu, Ukwenzela ukuphawula isiqalo nesiphelo seyardi yomzi womntu kungenjalo zezi ziye zigxunyekwe emacaleni entente, ukwenzela ukuyiqinisa ingawi okanye imke nomoya.

2 Ungambini (78:8) apha uthetha ukudalwa kwenkunzi nemazi okanye kwendoda nomfazi.

20. Neentaba zithi shwaka ngokungathi yinkohliso.
21. Inene isiHogo sihleli sincathamile (silindile)
22. Kubabagabadeli yindawo yokubuyela.
23. Baya kuhlala apho kuso iminyaka ngeminyaka.
24. Akukho nto ipholileyo baya kukuyingcamla apho, kungekho nasiselo na kakade.
25. Ngaphandle kolwelo[3] olubilayo, nobubomvu![4]
26. Umvuzo ofanelekileyo (waboni).
27. Inene bona babengalindelanga kufakwa ngxoxweni (ngezenzo zabo).
28. Baphika iivesi zethu (bathi) bubuxoki.
29. Kwaye yonke into Siyigcinile eNcwadini.
30. (Kuya kuthiwa kubo), "Ngcamlani ke iziqhamo (zezenzo zenu) kuba akukho songezelelo eSiya kuninika sona ngaphandle kwesohlwayo!"

Icandelo 2

31. Inene, kumalungisa iya kuba yimpumelelo;
32. IMiyezo ebiyelweyo, nemidiliya
33. neentombi ezibudala bulinganayo,
34. Nendebe ezele (qhu)!
35. Akukho mampunge baya kuwava apho nabuxoki;
36. Umvuzo ophuma eNkosini yakho, isipho esibalilweyo (esaneleyo)
37. INkosi yamazulu nomhlaba, nako konke okuphakathi kwawo, uSolubabalo; Akukho namnye oya kuba nagunya lakuthetha naYe.
38. IMini apho uMoya (oyiNgcwele) neengelosi ziya kuma ngemigca. Akukho namnye oya kuthetha ngaphandle

3 Ulwelo (78:25) yinto engamanzi okanye eyikiyiki, ngesiNgesi kuthiwa yi-"fluid".

4 Ububomvu (78:25) yincindi ephuma esilondeni ekwaziwa nangokuba bububofu ngokwentetho yanamhlanje NgesiNgesi kuthiwa yi-*pus*

kwalowo uya kuvunyelwa nguSozinceba, yaye uya kuthetha okulungileyo (kuphela)!

39. Ley yiMin yeNyaniso! Ngak ok low ufunayo makathabathe indlela eya eNkosini yakhe.

40. Inene Sinilumkisile ngesohlwayo esikufuphi. Mini leyo umntu aya kuzibona izenzo zezandla zakhe, aze athi ongakholwayo, "Yeha kum! Akwaba bendiluthuli.

ISahluko 79
AN-NÂZI`ÂT (EZO ZIRHOLAYO) 79

Egameni lika-Allâh uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ndifung ngez (ngelosi) zirhol (imiphefumlo yabangcolileyo), ngokurhabaxa.
2. Nangezo zirhola (imiphefumlo yamalungisa) ngocoselelo.
3. Nangezo ziphaphazela, zindande (zithunywa imiyalezo yenceba).
4. Zikhuphisane ngokungathi ziselugqatsweni.
5. Nezo zicwangcisa umyalelo (ngamnye weNkosi yazo).
6. NgeMin ukuvuthelw (kweXilong lokuqala) kuya kudlokovisa (indalo).
7. Kulandele intshukumo emva kwentshukumo (xa kukhala elesibini).
8. Iintliziyo ziya kubetha kabuhlungu ngaloo Mini.
9. Amehlo athotywe (ondele phantsi).
10. Bathi, "Ingaba ngenene siza kubuyiselwa kwimo yethu yamandulo na?
11. Nokuba sele singamathambo abolileyo?"
12. Bathi, "Oko, kuya kuba kukubuya okunelahleko."
13. Inene, iya kuba sisikhalo esinye (seXilongo).
14. Yabonani, baya kuvuka bengaphezulu komhlaba
15. Ingaba sele lifikile na ibali likaMûsâ kuwe?
16. X iNkos yakhe Yaya Yambiz kwintil (engcwele) yase *Tuwâ*.
17. (Yathi kuye), "Yiya kuFir'awn kuba sele egabadele!"
18. Uthi kuye, "Akungethandi na ukuhlambuluka (ezonweni?)
19. Nokuba ndikukhokelele eNkosini yakho ukuze uYoyike?"
20. Ngoko ke (UMûsâ) wambonisa umqondiso omkhulu.
21. Kodwa uFir'awn akawamkela (umqondiso), akathobela.

22. Emva koko watshikila, wafulathela wazabalaza (ngokuchasene nomyalezo kaMûsâ).
23. Wahlanganisa abantu bakhe, wenza isimemezo.
24. Wathi, “Mna ndiyinkosi yenu ephezulu”,
25. Kodwa uAllâh Wamhlasela, Wenza umzekelo ngaye kobu bomi nakuBomi oBuzayo.
26. Inene kule (mbali) kukho isifundo sakhe nabani na omoyikayo (uAllâh).

Icandelo 2

27. Ingaba kunzima na ukudala nina kunezulu eliphezulu Alakhileyo?
28. Uluphakamisile uphahla lwalo, Walicwangcisa, Walinika imfezeko.
29. Ugqume ubusuku balo ngobumnyama Wavelisa imini yalo ngokukhanya.
30. Emva koko Wandlala umhlaba,
31. Waza apho kuwoWavelisa amanzi wawo nedlelo lawo.
32. Ukanti iintaba zona Uzenze zaqina (nkqi),
33. (Ukuze apho kuphume) isixhaso senu nemfuyo yenu.
34. Ke kaloku kwakufika intlekele eyongamelayo enkulu[1].
35. Mini leyo umntu aza kuyikhumbula into abe eyizabalazela.
36. Ukanti uMlilo wesiHogo uya kubonakaliswa (uthi thaa) (kumntu wonke) obonayo.
37. Ke lowo ungumgabadeli (umenzi wobubi),.
38. Owakhetha ubomi beli hlabathi (elandela iminqweno yakhe kunentando ka-Allâh),
39. Inene ikhaya lakhe liya kuba nguMlilo wesiHogo;
40. Kodwa yena lowo waye waba noloyiko lokumiswa phambi kweNkosi yakhe (uAllâh), waqanda umphefumlo ekulandeleni iinkanuko zakhe (ezikukungcola).

1 Intlekele enkulu eza kufika (79:34) yiMini yoMgwebo.

41. Inene iPaladesi iya kuba likhaya lakhe.
42. Wena (Muhammad) bakubuza ngeYure (bathi), “Liya kuba nini na ilixa (lokuzalisekiswa) kwayo?”
43. Ayiloxanduva lwakho ukuzalisekiswa kwayo.
44. Inzaliseko yayo ixhomekeke eNkosini yakho.
45. Inene wena unguMlumkisi kulowo uyoyikayo.
46. Mhla bayibona (iya kuba ngathi) baphile (kulo mhlaba) injikalanga yayo okanye intsasa yayo (kuphela).

ISahluko 80
'ABASA (WAFING'IINTSHIYA) 80

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. (UMprofeti) Wafing'iintshiya, wafulathela.
2. Kuba kweza kuye indoda eyimfama (yamphazamisa).
3. Kodwa yintoni na enokukuchazela okokuba ngebhaqo nayo ibinokufumana ukuhlambuluka?
4. okanye yamkele ululeko nenkumbuzo ukuze ibe luncedo kuyo?
5. Mayela nalowo uzicingela ukuba akadingi nto,
6. Wena usuka uhoye yena;
7. Nangona ingeloxanduva lwakho ukumhlambulula.
8. Kodwa yena lowo uze kuwe ebaleka
9. Esoyika (u-Allâh entliziyweni yakhe).
10. Awuhoyanga yena.
11. Nakanye! Inene lo (nguMyalezo) oyinkumbuzo.
12. Ngoko ke othandayo makahlale ewukhumbula!
13. UseziNcwadini ezibekekileyo, eziphethwe ngentlonipheko.
14. Ziphakamile (ngesidima, zigcinwe) ngcwele.
15. Ubhalwe ngezandla zabaBhali, (iingelosi).
16. Abahloniphekileyo, abalungileyo.
17. Uqalekisiwe umtu, kungani na ukuba (kuAllâh?)
18. Yintoni kanti (uAllâh) Amdale ngayo?
19. (Umdale) ngeqabaz lembew yomntu! Wamdala wazaWamlinganisela ngokwemfanelo.
20. Waphinda Wamenzela lula indlela yakhe (yokuba azalwe).
21. Waphinda kwakhona Wamenza ukuba afe, angcwatywe.
22. Kwakhona ngokwentando yaKhe, Uya kumbuyisela ebomini.
23. Nakanye! Umntu akakwenzanga oko Amyalele kona.
24. Ngoko ke umntu makakhe aqwalasele ukutya kwakhe.

25. Sithulula amanzi (emvula) ngobuninzi.
26. Size Siqhekeze umhlaba ube ngamasuntswana.
27. Senze iinkozo (zembewu) zihlume (izithombo) kuwo.
28. Imidiliya nefula (yokutyiwa yimfuyo).
29. Neminquma namasundu.
30. NeMiyezo enemithi eshinyeneyo.
31. Neziqhamo (namadlelo) engca
32. Ukuba zibe sisixhaso senu nemfuyo yenu.
33. Kodwa yakufika ingxolo evala iindlebe (ukukhala kweXilongo okwesibini ngeMini yoVuko).
34. Ngaloo Mini umntu uya kubaleka ashiye umntakwabo,
35. Nomama wakhe notata wakhe,
36. Nomfazi wakhe nabantwana bakhe.
37. Ngaloo Mini umntu ngamnye uya kuxakeka zezakhe, angazihoyi ezabanye.
38. Ubuso (babanye) ngaloo Mini buya kukhazimla (bube buhle).
39. Behleka, bevuyiswa ziindaba ezimnandi.
40. Buze Ubuso (babanye) ngaloo Mini buzale luthuli (bumbatshe),
41. Bugqunywe bubumnyama.
42. Abo ngabangakholwayo, abangcolileyo, (abakrexezayo).

ISahluko 81
AT-TAKWIR (UKUSONGWA) 81

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Xa ilanga ligqunyiwe (ngobumnyama).
2. Naxa iinkwenkwezi ziwile, zisarhazekile
3. Naxa iintaba zenziwe zanyamalala;
4. Naxa iinkamela ezikhulelweyo zingasahoywanga;
5. Naxa izilo zasendle ziqokelelwe (ndawonye),
6. Naxa iilwandle zidwanguza amadangatya omlilo, ziphuphuma,
7. Naxa imiphefumlo iqatyaniswa (ngambini),
8. Naxa (usana) oluyintombazana olwangcwatywa luphila lubuzwa,
9. "Sono sini na olwabulawelwa sona (usana oluyintombazana)?"
10. Nax amapheph (abhaliweyo) [ezenz ezilungileyo (nezingcolileyo) zomntu ngamnye] etyhilwa elubala.
11. Naxa isibhakabhaka sihlutyulwa sisuswa endaweni yaso;
12. Naxa uMlilo wesiHogo uphenjwa.
13. Naxa iPaladesi isondezelwa kufutshane.
14. (Ngoko) umphefumlo ngamnye uya kuyazi into ayivelisileyo (elungileyo nengalunganga).
15. Yeha! Ndifunga ngezijikelezi-langa (iiplanethi) ezihlehlayo.
16. Nangezijikelezilanga ezihamba ngokubaleka ziye kusithela.
17. Nangobusuku xa bubuyela umva,
18. Nangentseni xa iphefumla.
19. Inene eli liLizwi (i'Kur'ân) loMthunywa ohloniphekileyo (uMuhammad, S.A.W)[1]
20. (UAllâh) nguSomandla umnini Trone ekhuselekileyo

1 S.A.W uthetha ukuthi Sallallâhu 'alayhi wasallam, (Lwanga uxolo neentsikelelo zika-Allâh zingabaphezu kwakhe)

21. (UJibrîl, isithunywa) Esithotyelwayo (ziingelosi zamazulu), uthembekile.
22. Ugxa wenu (uMuhammad) akaphambenanga,
23. Ngokwenene yena wambona uJibrîl elundini olucacileyo.
24. kwaye yena akalubandezi ulwazi (lwezinto) ezingabonwayo.
25. Ukanti (le 'Kur'ân) ayilolizwi likaShaytân (uSathana) owagxothwayo.
26. Ngoku ke nina niyaphi?
27. Inen l ('Kur'ân) ayint yimb ngaphandl kokuba yinkumbuzo kwindalo yonke.
28. Kuye nabani na kuni othanda ukuhamba (ngokuthe) ngqo.
29. Yaye aninako ukuzithandela (ukuhamba ngokuthe tye) ngaphandle kokuba kuthande uAllâh, iNkosi yamaphakade!

ISahluko 82
AL-INFITÂR (UKUCANDEKA PHAKATHI) 82

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Xa isibhakabhaka sicandeka phakathi.
2. Naxa iinkwenkwezi zisiwa zisarhazeka.
3. Naxa iilwandle ziphuphuma.
4. Naxa amangcwaba ebhedululiwe
5. Umphefuml (ngamnye)uy kuyaz int oz nayo ngaphambili noyishiye ngemva.
6. Hini na wena mntu! Yintoni na ekwenze akwaYihoya iNkosi yakho, uSobubele?
7. Eyakudalay Yakubumb ngemfezek ngomlinganiselo (onguwo),
8. Nayiphi na imo Ethanda ukuba ube yiyo wena; Ikudibanisa (ube njalo).
9. Yeha inene nina niyawuphika uMgwebo!
10. Inen phez kwen kukh (iingelos ezinyulelwe) ukunilondoza.
11. Zihloniphekile, zibhala phantsi (konke) enikwenzayo.
12. Zikwazi konke enikwenzayo.
13. Inene amalungisa aya kuba selonwabeni;
14. Inene abangcolileyo baya kuba seMlilweni wesiHogo,
15. Baya kungena kuso apho ngoMhla wemivuzo,
16. Yaye abasokuze bakwazi ukungabikho (kuso)!
17. Yintoni na enokukucacisela ukuba uMhla wemivuzo (lo) uyintoni na?
18. Kwakhon yinton n enokukucacisel ukub uMhla wemivuzo (lo) uyintoni na?

19. Iya kuba yiMini apho kungekho mphefumlo uya kuba namandla akwenzela nto omnye. Yaye ulawulo ngaloo Mini luya kuba loluka-Allâh (lonke).

ISahluko 83
AL-MUTAFFIFÎN (UBUQHETSEBA) 83

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Yeha kwabo banobuqhetseba!
2. Abo bathi xa bemetelwa ngabanye abantu, bafune umlinganiselo ozeleyo.
3. Kodwa xa bona bemtela abanye okanye bebanika umlinganiselo, babanike omncinane.
4. Abacingi na ukuba baza kuphinda bavuswe (baxoxiswe)
5. NgoMhla oMkhulu?
6. UMhla abaya kuthi bonke abantu bame phambi kweNkosi yamazwe?
7. Yeha inene, incwadi yabangcolileyo igcinwe kwi- *Sijjîn*!
8. Yintoni na enokukwazisa okokuba iyintoni na *iSijjiîn*?
9. YiNcwadi ebhaliweyo!
10. Yeha kwabo baphikayo ngaloo Mini!
11. Abo bayiphikayo iMini yoMgwebo.
12. Akakho oyiphikayo ngaphandle kwakhe wonke umoni ogabadeleyo!
13. (Lowo uthi) xa efundelwa iziTyhilelo zeThu athi, “Ziintsomi (zabantu) bamandulo”.
14. Nakanye! isibhaxu (songcoliseko) sigqume iintliziyo zabo ngenxa yoko bakuzuzayo.
15. Inene baya kusithwa (bangayiboni) iNkosi yabo ngaloo Mini!
16. Kwakhona, inene baya kutsha eMlilweni wesiHogo!
17. Yaye kuya kuthiwa (kubo), “Oku koko nanikuphika!”
18. Inene incwadi yamalungisa igcinwe kwi- ‘*Iliyyûn*!
19. Yintoni na enokukwazisa okokuba iyintoni na i-‘*Iliyyûn*?
20. YiNcwadi ebhaliweyo!

21. Engqinwa ngabasondeleyo (kuAllâh).
22. Inene amalungisa aya kuba selonwabeni.
23. Ehleli ezihlalweni eziphakamileyo, eqwalasele,
24. Uya kuyazi inkazimlo yochulumanco ebusweni bawo.
25. Unxan lwaw luy kuqatyulw ngewayin enyulu, etywiniweyo.
26. Etywin lay liziziqhol ze*Misk*[1]: Nants k into abanomnqweno abanokukhuphisana ngayo!
27. Ixutywe namanzi omthombo we*Tasnîm*.
28. Umthombo ekusela kuwo abo bakufuphi no Allâh.
29. Inene, aboni babedla ngokubahleka abo bakholwayo.
30. Xa begqitha ecaleni kwabo (bakholwayo), baqobelane amehlo (begculela).
31. Bathi bakufika kumawabo benze intlekisa;
32. Xa bebabona bathi, “Yabonani! Aba bantu balahlekile ngenene!”
33. Ukanti babengathunywanga ukuba babe ngabalondolozi babo!
34. Namhlanj ngabakholway abay kub behleka abangakholwayayo.
35. (Behleli) ezihlalweni ezihonjisiweyo, bebukele
36. Ababuyekezwang n abangakholway ngoko bakwenzayo?

1 1 IMisk (83 : 26) yi*Musk*

ISahluko 84
AL-INSHI'KÂ'K (UKWAHLUKANA PHAKATHI) 84

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Xa isibhakabhaka sisahlukana phakathi,
2. Siphulaphule, sithobele iNkosi yaso yaye kunyanzelekile (senze njalo).
3. Naxa umhlaba usanekwa,
4. Sele utyekezele ngaphandle konke oko bekungaphakathi kuwo.
5. Uphulaphula, uthobela iNkosi yawo yaye unyanzelekile (wenze njalo).
6. Hini na mntu! Inene, wena uzabalazela eNkosini yakho ngokuzimisela yaye uya kudibana naYo.
7. Lowo uya kunikwa iNcwadi yakhe (yezenzo) ngesandla sakhe sokunene,
8. Kungekudala ityala lakhe liya kuxoxwa ngokulula.
9. Aze abuyele kwabakubo evuya.
10. Ke lowo uya kunikwa iNcwadi yakhe ngemva,
11. Uya kuthandazela ukuba atshabalale.
12. Yaye uya kungena eMlilweni odwanguzayo,
13. Kaloku yena wayonwabile phakathi kwabakubo!
14. Eneneni yena wayecinga ukuba asokuze abuyele (kuAllâh)!.
15. Kanti! INkosi yakhe Yayihleli Imjongile!
16. Ngoko ke Ndifunga ngokukhazimla kokutshona kwelanga;
17. Nangobusuku nangoko bukugubungelayo
18. Nangenyanga xa ipheleleyo.
19. Niya kuhamba amanqanaba ngamanqanaba (kobu bomi nakuBomi oBuzayo).
20. Kanti yintoni na ngabo ukuba bangakholwa?
21. Ukanti naxa i'Kurân icengcelezwa kubo abaqubudi.

22. Yeh ab bangakholway bayaphika. .
23. Kant Yen uAllâ Ukwaz abakugcina ngaphakathi eziqwini zabo.
24. Vakalisa ke ngoko isohlwayo esibuhlungu kubo.
25. Ngaphandle kwabo bakholwayo benze izenzo ezilungileyo, okwa ngumvuzo ongasokuze uphele.

ISahluko 85
AL-BURÛJ (IINKWENKWEZI EZINKULU) 85

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ndifunga ngesibhakabhaka esiqulethe iinkwenkwezi ezinkulu.
2. NangeMini yesithembiso.
3. Nangengqina noko[1] kungqinwayo[2].
4. Baqalekisiwe abenza umsele[3].
5. Womlilo ogalelwe isivuthisi,
6. Behleli ecaleni kwawo (bebukele abo babetshiswa kuwo).
7. Yaye baye baba ngamangqina oko babekwenza ngokuchasene nabakholwayo.
8. Akukho nto babezondelwa yona (abakholwayo) ngaphandle kokukholwa kuAllâh, uSomandla, Ofanelwe ziindumiso zonke.
9. Yena nguMnini bukumkani bamazulu nomhlaba! Yaye uAllâh UliNgqina ngaphezulu kwazo zonke izinto.
10. Inene abo baya batshutshisa amakholwa namakholwakazi baza bangaguquki, baza kufumana isohlwayo sesiHogo, yaye baza kufumana isohlwayo soMlilo otshisayo.
11. Inene abo bakholwayo baze benze izenzo zobulungisa, okwabo iya kuba yiMiyezo ekumpompoza imilambo ngaphantsi kwayo. Leyo iya kuba yimpumelelo enkulu.

1 Ingqina (85:3) nguLwesihlanu

2 Okungqinwayo (85:3) yiMini ye –'Arafât ngeentsuku ze*Hajji*.

3 Abenza umsele (85:4) ngabantu ababephila mandulo, phantsi kwekumkani eyayikhohlakele gqitha eyaya yabulala bonke abantu ababekholwa kuAllâh ngokubombela imisele, ibase umlilo kuyo yakugqiba ibafake kuyo. Oku kubhalwe nguMuslim kanti nakwiNguqulelo yesiNgesi ye'Kur'ân kaTaqî-u-d-Dîn Al-Hilâlî kwiphepha 826- 827 kubaliswa ngesi siganeko.

12. Inen (wen Muhammad) impindezel yeNkos yakho ibuhlungu kakhulu.
13. Inen (iNkos yakho) yiY Eqalayo, (ukudala) Yiyo negqibelayo.
14. Yaye Yona nguMxoleli, uSoluthando.
15. UMnini Trone, eZukileyo,
16. NguMenzi wentando yaKhe.
17. Ingaba ibali lemikhosi lifikile na kuwe?
18. (Imikhosi) kaFir'awn namaThamûd?
19. Yeha abo bangakholwayo bayaphika.
20. Kodwa Yena uAllâh Ubarhangqele ngemva kwabo!
21. Inene le yi'Kur'ân ezukileyo,
22. Ibhalwe eCwecweni elilondoloziweyo.

ISahluko 86
AT-TÂRI`K (UNDWENDWE LWASEBUSUKU) 86

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. (Ndifunga) ngesibhakabhaka nangondwendwe lwasebusuku
2. Yinton n enokukwazis okokub undwendwe lwasebusuku yintoni na.
3. Yinkwenkwezi (ekukhazimla kwayo) kugqobhozelayo.
4. Umphefumlo ngamnye unomlondolozi phezu kwawo.
5. Ngoko ke umntu makajonge ukuba udalwe ngantoni na!
6. Udalwe ngamanzi akhutshwayo,
7. Aphuma phakathi komqolo neembambo.
8. Inene uAllâh Uyakwazi ukuphinda ambuyisele (ebomini) kwakhona!
9. NgeMini apho iimfihlelo ziya kuvavanywa.
10. Ngoko (umntu) akayi kuba namandla engayi kuba namncedisi.
11. Ndifunga ngesibhakabhaka esibuyisa (imvula)
12. Nangomhlaba ovuleka iintanda.
13. Inene le ('Kur'ân) liLizwi elicacileyo.
14. Yaye asiyonto yokonwabisa.
15. Inene bona baqulunqa icebo.
16. Kanti naM (oku kwaM) Ndiqulunqa icebo.
17. Khawubanike ixeshaa abangakholwayo, ubayekelele okwethutyana.

ISahluko 87
AL-A`LAA (OPHAKAMILEYO) 87

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Zukisa igama leNkosi, UMlondolozi wakho, Ophakamileyo,
2. Odale, Walungelelanisa.
3. Owenze ummiselo, Wanika isiKhokelo.
4. Ovelisa idlelo,
5. Aphinde Alenze libe zizijungqu ezimnyama.
6. Siya kukwenza ucengceleze (i'Kur'ân) wena yaye akuyi kuyilibala.
7. Ngaphandle koko uAllâh Athande (ukuba ukulibale). Inene Yena Uyakwazi okubonakalayo nokungabonakaliyo.
8. Siya kukwenzela lula indlela yakho ukuze kube lula (ukushumayela i-Islam).
9. Ngoko ke khumbuza ukuba inkumbuzo iluncedo.
10. Uya kukhumbula onoloyiko,
11. Kodwa ongcolileyo akayi kuyihoya.
12. Yena lowo uya kungeniswa kuMlilokazi omkhulu.
13. Akayi kufa apho engayi kuphila.
14. Inene uyaphumelela ozihlambululayo.
15. (Ohlala) ekhumbul igam leNkos yakh athandaze nokuthandaza.
16. Kodwa nina nikhetha ubomi beli hlabathi,
17. Nangona uBomi Obuzayo ibobona bulungileyo, bungenaso nasiphelo.
18. Inene oku kukwiziBhalo zokuqala
19. IziBhalo zikaIbrâhîm noMûsâ.

ISahluko 88
AL-GRHÂSHIYAH (ISIGANEKO) 88

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ingaba iindaba (zesiganeko) esongamelayo zifikile na kuwe?
2. Ubuso babanye ngaloo Mini buya kudangala, (budane).
3. Besebenze (nzima), bediniwe. (ngenxa yokuzinikela kunqulo zithixo)
4. Besitsha eMlilweni odwanguzayo.
5. Besezwa amanzi omthombo obilayo.
6. Akuyi kubakho kutya kwabo (apho) ngaphandle kwe- '*Dhari*'[1] ekrakra
7. Engayi kubondla, ingayi kuphelisa kulamba.
8. Ubuso babanye ngaloo Mini buya kuchulumanca.
9. Bevuyiswa yimizamo yabo.
10. EMyezweni ophakamileyo.
11. Apho bangayi kuphinda beve ntetho iyimfitshimfitshi.
12. Apho kuya kubakho umthombo ompompozayo.
13. Apho kuya kubakho izihlalo eziphakamileyo.
14. Neendebe esele zibekiwe (kakade).
15. Neemandlalo (ezitofo-tofo) ezidwelisiweyo.
16. Neenkukho (ezimfuma-mfuma) ezandlaliweyo.
17. Abaziqwalaseli na iinkamela ukuba zidalwe kanjani?
18. Nesibhakabhaka ukuba siphakanyiswe kanjani na?
19. Neentaba (ezi) ukuba zimile (zaqina) kanjani?
20. Nomhlaba (lo) ukuba wandlalwe kanjani na.
21. Bakhumbuze ke (Muhammad), inene wena ungumkhumbuzi
22. Wena ke awungomlawuli phezu kwabo.

1 I*Dhari* ekrakrayo (88:6) ngumthi onameva, okrakra kakhulu, oza kutyiswa abantu basesiHogweni xa belambile, benxaniwe, becela ukutya.

23. Ngaphandle kwalowo utshikilayo, angakholwa.
24. UAllâh Uya kumohlwaya ngesohlwayo esikhulu.
25. Inene kuThi kulapho baza kubuyela khona;
26. Kananjalo inene kukuThi apho baza kuphendula khona.

ISahluko 89
AL-FAJR (UMS'OBOMVU) 89

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Ndifunga ngoms'obomvu,
2. Nangobusuku[1] obulishumi,
3. Nangoku(dalwe) ngambini nangokungumnqakathi.
4. Nangobusuku xa busimka,
5. Ingaba kwezi (zifungo) zingentla apha akukho bungqina baneleyo na kubantu abanengqiqo?
6. Awubonanga na (Muhammad) ukuba iNkosi yakho Yenza njani na ngabantu bakawa-'Ad?
7. Abakwa-Iram (ababebade kakhulu) ngathi ziintsika,
8. Ekungazanga kuphinde kudalwe abafana nabo ezweni?
9. Kanti namaThamûd ayeqhekeza amatye entlanjeni (akhe imizi yawo).
10. Nabantu bakwaFir'awn umnini zibonda[2],
11. Abagabadela, batsiba imida ehlabathini.
12. Kulo apho benza ubutshinga obugqithisileyo.
13. Ngoko ke iNkosi yakho Yathulula phezu kwabo iintlobo ngeentlobo zezohlwayo ezibuhlungu.
14. Inene iNkosi yakho Ihlala Ibajongile.

1 Ubusuku obulishumi (89 : 2) ziintsuku ezilishumi zokuqala zenyanga u-Dthul- Hi j jah

2 Izibonda (89:10) ziyafana nezikhonkwane intonayo zona ziyenziwa nangemithi. Ezi kuthethwa ngazo apha kuthiwa zezikaFir-'awn ezazenzelwe ukungcungcuthekisa amakholwa ngokuthi abotshelelwe kuzo xa esohlwaywa nguFir'awn. Nazo ke ngesi-Arabhu kuthiwa zii-Awtâd njengoko zikwaluhlobo oluthile lwezikhonkwane.

15. Ke kaloku umntu, Ithi iNkosi yakhe Isakumvavanya ngokumnika intlonipheko nendyebo, asuke athi, (ngokuzigwagwisa), "INkosi yam Indinike intlonipheko."
16. Kodwa Ithi Yakumvavanya ngokuthi Imnciphisele isixhaso sakhe, (aqale) athi, "INkosi yam Indincitshile."
17. Nakanye! Nina anizixabisanga iinkedama!
18. Yaye anikhuthazani ngokondla abasweleyo!
19. Yaye nidla amafa abo onke ngokunyoluka.
20. Kwaye nithanda ubutyebi ngothando olugqithisileyo.
21. Nakanye! Xa umhlaba ucunyuzwe wangumgubo.
22. NeNkos yakh Iz neengelos (zimi) ngokwemiqolo ngemiqolo.
23. NesiHogo siya kuziswa kufutshane ngaloo Mini. Ngaloo Mini umntu uya kukhumbula, kodwa loo nkumbulo iya kumnceda ntoni?
24. Uya kuthi, "Kwowu! Akwaba ndandizenzele imisebenzi elungileyo kwangaphambili (ukusindisa) ubomi bam!
25. Ke kaloku ngaloo Mini akukho mntu uya kohlwaya ngohlobo Aya kohlwaya ngalo Yena (uAllâh).
26. Akukho mntu uya kuqamangela abenzi (bobubi ngohlobo) Aya kuqamangela ngalo Yena.
27. (Kuya kuthiwa kumntu okholiweyo), "Wena ke mphefumlo osekuphumleni nasekwanelisekeni okupheleleyo!
28. Buyela eNkosini yakho ukholisekile, uYikholisile (naYo).
29. Ngena ngoko phakathi kwezicaka zaM,
30. Ngena ke ePaladesi yaM."

ISahluko 90
AL-BALAD (ISIXEKO) 90

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ndifunga ngesi sixeko (saseMakkah);
2. Wena (Muhammad) ungummi okhululekileyo wesi sixeko,
3. Nangomzali nangoko akuzeleyo,
4. Inene umntu Simdalele ekubulalekeni.
5. Ucinga ukuba akakho onamandla ngaphezu kwakhe?
6. (Ude) athi (eqhayisa), “Ndichithe ubutyebi (bam) obuninzi!”
7. Ucinga ukuba akakho ombonayo na?
8. Asimenzelanga amehlo amabini na?
9. Nolwimi nemilebe emibini?
10. Sambonisa iindlela ezimbini (eliqhina nehlayo)?
11. Kodwa akazamanga, ukulinyuka iqhina,
12. Yintoni na enokukwazisa okokuba liyintoni na iqhina?
13. Kukukhulula ikhoboka
14. Okanye ukondla (abantu) ngemini yendlala,
15. (Ukondla) inkedama esondeleyo (kuwe ngokuzalana).
16. Okanye ihlwempu eliqhwanda uthuli. (ngenxa yentlupheko)!
17. Aze abe ngomnye wabo bakholwayo (kwi-Islam) abathi bakhuthazane ukunyamezela nomonde. Bakhuthazane kananjalo ngokuba nyulu nangokuba nemfesane.
18. Bona abo ngabo bangasekunene (abahlali basePaladesi),
19. Ke bona abo bangakholwayo kwiiVesi zeThu, (ze`Kur’ân) bona ngabo bangasekhohlo (abahlali basesiHogweni).
20. UMlilo uya kubagubungela!

ISahluko 91
A-SH-SHAMS (ILANGA) 91

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. (Ndifunga) ngelanga nangokumenyezela kwalo.
2. Nangenyanga xa ililandela.
3. Nangemini xa ibonisa ukukhazimla kwalo (ilanga).
4. Nangobusuku xa buligquma.
5. Nangezulu nangaloWo Walakhayo.
6. Nangomhlaba nangaloWo Wawandlalayo,
7. Nangomphefulo nangaloWo Wawufezekisayo,
8. Waza kananjalo Wawubonisa okungawulungelanga noko kuwulungeleyo.
9. Inene uphumelele lowo uwuhlambululayo.
10. Akaphumelelanga lowo uwungcolisayo.
11. (Abantu) bakwaThamûd babaphikisa (abaProfeti babo) ngokugabadela kwabo.
12. Xa oyena mntu wayengcole kakhulu phakathi kwabo waphuma (waya kubulala imazi yenkamela).
13. Kodwa uMthunywa ka-Allâh (uSâlih) wathi kubo, "Ze nilumke! (Noyike isihelegu esiya kunihlela), yimazi yenkamela ka-Allâh le, ningayibulali okanye niyithintele ekuseleni amanzi wayo.
14. Bamphikisa ke bayibulala. Ngoko ke iNkosi yabo Yabatshabalalisa ngenxa yesono sabo, Yabenza batshabalala ngokulinganayo (abazizityebi nabangamahlwempu phakathi kwabo abangakholwayo).
15. Kwaye uAllâh Akanaloyiko lweziphumo zako oko.

ISahluko 92
AL-LAYL (UBUSUKU) 92

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. (Ndifunga) ngobusuku xa bugqumathela.
2. Nangemini xa ivela nokukhanya.
3. NangaloWo Wadala isiduna nesikhomokazi.
4. Inene imizamo nezenzo zenu zahlukahlukene;
5. Lowo unikelayo (ngamalizo), esoyika uAllâh,
6. Akholelwe kokulungileyo.
7. Inene Siya kumenzela lula indlela yokuhamba lula.
8. Ke yena lowo uligqolo, ezicingela ukuba akaxhomekekanga ntweni.
9. Aphike okulungileyo.
10. Siya kumenzela lula indlela eya ebunzimeni.
11. Kanti buza kumnceda ntoni ubutyebi bakhe xa awayo?
12. Inene kukuThi ukunika isiKhokelo.
13. Yaye inene seseThu isiphelo (uBomi oBuzayo) nesiqalo (ubomi beli hlabathi).
14. Ngok k Ndinilumkisil ngoMlil odwanguzayo (wesiHogo).
15. Akukho (mntu) uza kutsha kuwo ngaphandle kosisingcoli (owala ukukholwa kwi-Islam).
16. Ophikayo, atshikile.
17. Ke bona abamoyikayo uAllâh, baya kuwuphepha.
18. Low uchith ubutyeb bakh ekuzongezeleleni ukuhlambuluka komphefumlo wakhe.
19. Ongenzeli (kunconywa) nakuhlawulwa ngumntu.

20. Ngaphandl kokufun ukukholis iNkos yakhe Ephakamileyo, (uAllâh).
21. Kungekudala uya kwaneliseka (xa engeniswa ePaladesi)

ISahluko 93
AD-DHUHÂ (ISANDULELA SEMINI) 93

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. (Ndifunga) ngokukhanya kwentsasa[1].
2. Nangobusuku xa bufiphala (buba mnyama).
3. INkos yakh (Muhammad) Ayikushiyanga, (futhi) Ayikuchasanga.
4. Inene uBomi oBuzayo bobona bulungileyo kuwe kunobu (bomi balo mhlaba).
5. Yaye iNkosi yakho Iya kukunika (okulungileyo) ukuze wena waneliseke.
6. Yayingakufumananga uyinkedama na, Yakunika ukhuseleko?
7. Yakufumana kananjalo ulahlekile, Yakukhokela?
8. Yakufumana ulihlwempu Yakwenza isityebi?
9. Ngoko ke ungayiphathi kakubi inkedama.
10. Kanti nengqiba ungaligxothi.
11. NangoBabalo lweNkosi yakho thetha.

1 IDhuhâ okanye ukukhanya kwentsasa (93:1) lixesha elisemva kokuphuma kwelanga.

ISahluko 94
ASH-SHARH (INTUTHUZELO) 94

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Asikuvulelanga[1] isifuba sakho na (Muhammad)?
2. Sakothulela umthwalo wakho?
3. Obukusinda umqolo?
4. Saza Saphakamisa ibakala lakho?
5. Inene ngobunzima (kukho) ubulula!
6. Kanti, inene ngobunzima (kukho) ubulula.
7. Ngoko ke wakugqiba (imisebenzi yakho yosuku), phakama, (unqule uAllâh).
8. Yaye bhekisa iingcinga (zakho) eNkosini yakho.

1 Ukuvulwa kwesifuba soMthunywa ka-Allâh Sallallahu ʻalayhi wassallam (94:1) kuthetha ukwandiswa kolwazi lwakhe, ulwazi lobuProfeti ke ukutsho.

ISahluko 95
AT-TÎN (UMKHIWANE) 95

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. (Ndifunga) ngomkhiwane nangomnquma.
2. Nangentaba yeSinayi.
3. Nangesi sixeko sokhuseleko (saseMakkah).
4. Inene umntu Samdala ngesona simo silungileyo.
5. Saphinda Samthobisela kowona mgangatho uphantsi.
6. Ngaphandl kwab bakholway benz imisebenzi yobulungisa. Okwabo iya kuba ngumvuzo ongayi kusilela.
7. Yintoni ke emva koku enibangela ukuba niyiphike inkolo?
8. AyingoAllâh na Oyena Mgwebi Unobuluko kubagwebi?

ISahluko 96
AL'ALA`K[1] (IHLWILI) 96

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Funda! Egameni leNkosi yakho Eyadalayo.
2. Yadala umntu ngento enamathelayo.
3. Funda iNkosi yakho Inesisa.
4. Yona Yafundisa ukubhala ngosiba.
5. Yamfundisa umntu oko abengakwazi.
6. Kodwa inene umntu uyagabadela.
7. Kuba uzicingela ukuba akaxhomekekanga ntweni.
8. Inene eNkosini yakho kulapho kuza kubuyelwa khona.
9. Umbonile na lowo uthintela
10. Umkhonzi xa ethandaza?
11. Ingaba umbona ekuso isiKhokelo kusini na?
12. Okanye uyalela (abantu) ukuba bahlonele (uAllâh)?
13. Umbonile na ukuba uphika (inkolo), afulathele?
14. Akazi na ukuba uAllâh Uyambona?
15. Nakanye ukuba akayeki siya kumrhuqa ngenwele zebunzi lakhe.
16. (Ezo) nwele zebunzi lexoki elingumoni!
17. Makabize koogxabakhe (bamncede) ke.
18. Thina Siya kubiza iingelosi zesiHogo.

1 Isibizo-"'Ala`k", sineentsingiselo ezininzi sithetha ihlwili legazi, okanye into enamathelayo okanye isinambuzane esingathi ngumsundululu esimfimfitha igazi. Iinguqulelo ezintsha zesiNgesi zikhetha ukusebenzisa esi sento enamathelayo okanye isinambuzane esifana nomsundululu. (that which clings, and leech like substance), endaweni yehlwili legazi (clot or congealed blood).

19. Nakanye! Ungamthobeli lowo, wena qubuda, uzisondeze (kuAllâh)!

ISahluko 97
AL-'KADR (AMANDLA) 97

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Inene sona (esi siTyhilelo) Sasityhila ngoBusuku baMandla.
2. Yintoni na enokukwazisa okokuba buyintoni na uBusuku baMandla.
3. UBusuku baMandla bungcono kuneenyanga eziliwaka.
4. Ngabo kuhla iingelosi noMoya [oyiNgcwele (uJibrîl)] ngemvume ka-Allâh nemiyalelo yonke.
5. (Ngobo busuku) kuba luxolo kude kube ngoms'obomvu.

ISahluko 98
AL-BAYYINA (UBUNGQINA OBUCACILEYO) 98

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Abo bangakholwayo phakathi kwaBantu beNcwadi nabanquli-zithixo babengekhe bayeke (ukuba ngabahedeni) de kwafika ubungqina obucacileyo kubo.
2. UMthunywa ovela kuAllâh ecengceleza iziBhalo ezihlambulukileyo.
3. Apho kuzo kukho iiNcwadi ezithe Tye.
4. Bengazanga abo babenikwe iNcwadi babe ziintlaba zahlukane de kwafika ubungqina obucacileyo[1] kubo.
5. Ukanti babengayalelwanga nto yimbi ngaphandle kokukuba, banqule uAllâh, banyaniseke enkolweni yaKhe, banquleYena Yedwa, benze i*Salâh* (umthandazo), banikele nge*Zakâh*, oko ke yayiyeyona Nkolo ithe Tye.
6. Inene abo bangakholwayo phakathi kwaBantu beNcwadi nabanquli-zithixo baya kuba seMlilweni wesiHogo, ngonaphakade, bazezona zidalwa zibi.
7. Inene, ke bona abo bakholwayo, benza imisebenzi elungileyo, bazezona zidalwa zilungileyo.
8. Umvuzo wabo oseNkosini yabo yiEdeni (uMyezo iPaladesi), ekumpompoza amanzi phantsi kwayo. Baya kuhlala apho kuyo ngonaphakade, uAllâh Uya kukholiseka ngabo nabo bakholiseke nguYe. Oko kokwalowo uyoyikayo iNkosi yakhe.

1 Ubungqina obucacileyo (98:4) nguMprofeti uMuhammad, Wanga uAllâh Angamsikelela amphumlise ngoxolo, owafika nemithetho neemfundiso zika-Allâh ezicacileyo zingemo ye'Kur'ân eNgcwele.

ISahluko 99
AZ-ZILZÂL (INYIKIMA) 99

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Xa umhlaba uNyikima ngokunyikima kwawo.
2. Uz ukhuphel ngaphandl imithwal yawo (ebingaphakathi kuwo).
3. Abantu bathi, “kwenzeka ntoni na ngawo?”.
4. Ngaloo Mini uya kuchaza iindaba zawo.
5. Kuba iNkosi yakho Iya kuwutyhilela.
6. Ngaloo Mini abantu baya kuza bengamaqela athe saa, beze kuboniswa izenzo zabo.
7. Naban n low uthe wenza isenz esilungileyo esingangentlantsi, uya kusibona.
8. Nalowo uthe wenza isenzo esingcolileyo esingangentlantsi, uya kusibona.

ISahluko 100
AL-'ADIYÂT (AMAHASHE OMKHOSI) 100

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ndifunga ngamahashe agabadula, akhefuzele.
2. Atakise iintlantsi zomlilo (ngamanqina awo).
3. Ephumelelisa uhlaselo lwawo kwasekuseni.
4. Aqhumise uthuli luye kutsho emafini kusenjalo.
5. Agqobhoze, aye phambili angene esazulwini (sotshaba).
6. Inene umntu (ongakholwayo) akanambulelo eNkosini yakhe (uAllâh).
7. Yaye inene ulingqina lako oko (ngezenzo zakhe).
8. Kwaye inene unobutyhuthu-tyhuthu ekuthandeni kwakhe ubutyebi.
9. Akazi na okokuba xa okusemangcwabeni kuvunjululwe kwesaa ngaphandle?
10. Kuze noko kusezifubeni (zabantu) kwenziwe kwaziwe.
11. Inene iNkosi yabo ngaloo Mini Iya kuba Isazi konke ngabo.

ISahluko 101
AL-'KÂRI'AH (IYURE YESITHONGA) 101

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. (IYure) yesiThonga.
2. Yintoni na (iYure) yesiThonga?
3. Kananjalo yintoni na enokukuchazela okokuba iyintoni na iYure yesiThonga?
4. YiMini apho abantu baya kuthi saa njengamabhabhathane.
5. Iintaba zibe njengoboya obucazululweyo.
6. Low uzenz zakh ziy kufunyanisw zinobunzima esikalini,
7. Uya kuba sebomini obumnandi (ePaladesi).
8. Ke lowo uzenzo zakhe ziya kufunyaniswa zilula esikalini,
9. Ikhaya lakhe liya kuba senzonzobileni (esiHogweni).
10. Yintoni na enokukuchazela okokuba iyintoni na inzonzobila?
11. NguMlilo odwanguzayo!

ISahluko 102
AT-TAKÂTHUR (UKUFUMBA) 102

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ukukhuphisana ngokuwanqa ubutyebi kuyaniphambukisa (ekukhonzeni uAllâh).
2. Nide niye kubekwa emangcwabeni.
3. Yeha! Kungekudala niza kwazi!
4. Kwakhona yeha! Kungekudala niza kwazi!
5. Yeha! Ukuba benisazi ngolwazi oluqinisekileyo.
6. Inene niza kuwubona uMlilo odwanguzayo (wesiHogo)!
7. Kwakhona, niya kuwubona ngamehlo okwenyani!
8. Kananjal ngalo Min niz kubuzw ngobumnandi (enabuxhamlayo)!

ISahluko 103
AL-'ASR (IXESHA) 103

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. (Ndifunga) ngexesha,
2. Inene umntu uselahlekweni
3. Ngaphandle kwabo bakholwayo, benza izenzo ezilungileyo, bafundisane ngenyaniso, bafundisane nangomonde!



ISahluko 104
AL-HUMÂZAH (INTLEBI) 104

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Yeha kuye wonke (umntu) oyintlebi ohlebayo!
2. Oqokelele ubutyebi wabufumba,
3. Ecing ukub ubutyeb bakh buz kumenz aphile ngonaphakade!
4. Nakanye! Uya kuphoswa koko kuqhawula (izinto) zibe zizicwibi!
5. Yintoni na enokukuchazela okokuba yintoni na eqhawula (izinto) zibe zizicwibi?
6. NguMlilo ka-Allâh osele uphenjiwe.
7. Olwatyuza uye kutsho ezintliziyweni.
8. Inene (uMlilo) uya kubagubungela.
9. uziintsika ezolulwe zande.

ISahluko 105
AL-FÎL (INDLOVU) 105

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Awubonanga na ukuba iNkosi yakho Yenza njani na ngabanini ndlovu?
2. Ayizanga Ilenze liphanze na icebo labo?
3. Yathumela ibubu leentaka phezu kwabo,
4. Ezababetha ngamatye odongwe olutshisiweyo,
5. Yabenza banjengezala lentsimi elibhuqabhuqwe (ziinkomo).

ISahluko 106
AL-'KURAYSH (AMA`KURAYSH) 106

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Ngenxa yolulanyiso lwama-'Kuraysh[1].
2. Ekuwalulamiseni Senza iinqwelo zawo zorhwebo ziphume ebusika nasehlotyeni
3. Ngoko ke makanqule iNkosi yalo Mzi[2].
4. Ewondlileyo, Yawasindis endlaleni, Yawakhusela naseloyikweni.

1 Ama'Kuraysh (106:1) sisizwe sama-Arabhu esinobukhosi phakathi kwawo nekulapho uMthunywa ka-Allâh uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, aphuma khona. Ama-Arabhu azizizwe ezilishumi elinambini kodwa ama'Kuraysh sisona sizwe singentla kunazo zonke ngentlonipheko. Ama'Kuraysh la yayikwangawo abalondolozi beNdlu eNgcwele iKa'bha. Yayingawo kuphela ayephuma aye kurhwebelana nezinye iintlanga engenaxhala lakuhlaselwa zezinye izizwe lo gama ezinye izizwe zazingenalo olo khuseleko. Oku kwakungenxa yokuba ama'Kuraysh la ayehlonitshiwe kuba engabalondozi beNdlu eNgcwele.

2 Lo Mzi (106:3) yiKa'bha eNgcwele.

ISahluko 107
AL-MA`ÛN (AMANCEDWANA AMANCINANE) 107

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Umbonile na lowo uphika inkolo?
2. Lowo ngulowo uphatha kakubi inkedama.
3. Ongakhuthazi kondliwa kwamahlwempu.
4. Yeha kubakhonzi!
5. Abangenankathalo ngemithandazo yabo.
6. Abanqwenela ukubonwa (ngabantu xa besenza izenzo zabo zonqulo).
7. (Kodwa) besala namancedwana amancinane (eentswelo zobumelwane).

ISahluko 108
AL-KAWTHAR (IKAWTHAR) 108

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Inene wena Sikuphe iKawthar[1].
2. Ngoko ke thandaza eNkosini yakho, unikele (amadini) kuYo.
3. Inene lowo ukuchasileyo nguye oza kunqanyulwa (angabikho alityalwe).

1 Ikawthar (108:1) ngumthombo osePaladesi onamanzi amnandi ngokungenambaliso, mthombo lowo kuthiwa uMthunywa ka-Allâh (uMuhammad), uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, uza kusela khona aseze nabalandeli bakhe kuwo.

ISahluko 109
AL-KÂFIRÛN (ABANGAKHOLWAYO) 109

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Yithi: Hini na nina bangakholwayo!
2. Andikunquli oko nina nikunqulayo,
3. Nibe nani anikunquli oko mna ndikunqulayo.
4. Kanti nam andiyi kukunqula oko nina nikunqulayo.
5. Ukanti nani aniyi kukunqula oko mna ndikunqulayo.
6. Nina ninenkolo yenu nam ndinenkolo yam.

ISahluko 110
AN-NASR (UNCEDO) 110

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Lwakufika uNcedo luka-Allâh noloyiso,
2. Uze ubone abantu bengena enkolweni ka-Allâh (i-Islam) beziindimbane,
3. Zukisa iNkosi yakho ke ngoko ngendumiso, ucele itarhu (kuYo). Inene Yona nguMxoleli Ohlala Esamkela inguquko.

ISahluko 111
LAHAB [ULAHAB[1]] (USOMADANGATYA) 111

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Mazitshabalale zombini izandla zika-Abû Lahab, (naye) atshabalale.
2. Ubutyebi bakhe nabantwana bakhe bungamncedi nganto!
3. Uza kutsha edangatyeni loMlilo odwanguzayo!
4. Nomfazi wakhe, umthwalikazi weenkuni.
5. Entanyeni yakhe uya kuqanyangelwa ngentambo yomthi wesundu.

1 ULahab yayingomnye woobawokazi boMprofeti oNgcwele uMuhammad, uxolo neentsikelelo zika-Allâh zibe phezu kwakhe, owayeyithiyeye kanobom inkolo ye-Islam, kanti ngokwenza njalo uzibizele ingqumbo nesiqalekiso sika-Allâh, uThixo wamaphakade. Kuba kungekudala emva kokutyhilwa kwesi sahluko waye wabhubha emva kwedabi laseBadr kwaphela ngaye. Igama 'Lahab' lithetha amadangatya omlilo kodwa xa libizwa lonke kuthiwa ngu-Abu Lahab ngesiXhosa ke ngoku atsho abe nguSomadangatya (111).

ISahluko 112
AL-IKHLÂS (INTLAMBULUKO) 112

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo 1

1. Yithi nguAllâh, Mnye (Jwi)
2. UAllâh nguNaphakade, Uphelele.
3. Akazali naYe Engazanga Wazalwa.
4. Ukanti akukho namnye ofana naYe[1].

1 (112:4) Akukho namnye ofana naYe, oku kukwathetha ukuthi akukho nto okanye mntu ulingana naYe kungekho mntu unje ngaYe ngobukhulu, ngamandla nangobukhosi, kungasoze kubekho mntu uya kuze abenjalo, emhlabeni nasezulwini naphantsi kwamanzi ngonaphakade. Yena Uya kuhlala Emnye jwi, Akahluka-hlukani abe ziziqu ezibini, nezithathu nezingaphi na kakade.

ISahluko 113
AL-FALA`K (UMS'OBOMVU) 113

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Yithi: Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoms'obomvu.
2. Ekungcoleni kwezinto ezidaliweyo.
3. Ekungcoleni kobumnyama njengoko busanda;
4. Ekungcoleni kwabo benza ukuthakatha.
5. Nasekungcoleni kwalowo wenza umona njengoko esenza umona.

ISahluko 114
AN-NÂS (ULUNTU) 114

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

Icandelo I

1. Yithi: Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoluntu,
2. UKumkani woluntu
3. UThixo woluntu,
4. Ekungcolen komsebez wokungcol orhoxay (emva kokusebeza) kwakhe.
5. Lowo usebeza ezintliziyweni zoluntu.
6. Phakathi kwee*jinni* naphakathi koluntu.

ISLAMIC DAWAH MOVEMENT
of Southern Africa (IDM)

Profile

Introduction

IDM is primarily involved in promoting the message of Islam to all the peoples of Southern Africa. With humble beginnings in 1977, it has now grown to be one of the larger dawah organizations in the country, and the Southern African region, with over 47 years of experience, expertise and professionalism backing it.

Mission Statement

The Mission of IDM is to promote the message of the unity of God to all the people of Southern Africa so that they may achieve their God given potential of excellence and purity; and in this way contribute to the moral, spiritual, social, intellectual and economic growth of the nations as a whole.

Vision

IDM's Vision is to take Islam to as many hearts and homes as possible; and to help build strong Islamic characters within the emerging and established Muslim communities in Southern Africa.

Core Values

The core values that underpins this movement include the belief in the Oneness of our Creator (Allah) and the prophethood of Muhammad and other great messengers (peace be upon them all), the existence of angels, revealed scriptures, personal accountability on the

Day of Judgement, and life after death. The core values include the brotherhood of mankind, social justice and equity, personal hygiene, tolerance and respect for all people, and the preservation of God's earth and all His living creatures.

Historical

IDM was established in 1977 and has since grown tremendously over 47 years of existence.

Initially IDM was a localized semi-rural centre, based in Marianhill and nearby Umlazi, called the Umlazi-Mariannhill Islamic Centre (UMIC).

As satellite Islamic Centres mushroomed in other parts of KwaZulu Natal, the name was changed to the Islamic Movement of KwaZulu and Natal (IMKAN). When the movement grew beyond the borders of the KwaZulu Natal Province and to neighbouring countries as well, it was finally renamed to the Islamic Dawah Movement of Southern Africa (IDM).

IDM has attempted to keep pace with the challenges and changing needs of dawah and education in the Southern African region. With the Qudrat of Allah (سبحانه وتعالى), and persistent and focused efforts, IDM has grown into one of the larger dawah and educational bodies in the region, which enjoys a high degree of confidence and credibility from the South African Ummah and abroad.

It has gained valuable experience and expertise over the years. As a result, IDM has developed tremendously, and now has the capacity and infrastructure to deliver quality dawah programmes in South Africa and selected regions of Southern Africa, given the funding to

do so. The above strengths are vital and necessary for the furtherance of the Islamic cause in a professional and qualitative manner.

Beneficiaries

IDM's outreach, target audience and beneficiaries are primarily the historically disadvantaged communities of Southern Africa. In the main, this encompasses primarily, people of African origin.

Core Functions

IDM's core functions encompass categories that include:

* Education and training
* Skills development and capacity building
* Quran, research, publications and literature
* Dawah, religious and spiritual activities
* Welfare, relief and humanitarian activities

Within these categories, IDM has initiated and conducts a whole host of activities.

Modus Operandi

Since its inception, IDM had earmarked dawah and education as top priorities amongst the entire spectrum of IDM's endeavours. For over 47 years, thousands of people and scores of communities have benefited and been empowered through the activities of IDM.

IDM sought to reach out to the disadvantaged communities by establishing Masaajid and Islamic classes, and employing resident teachers and duaat in the different areas. At each of these centres, a whole host of activities are conducted. (See "IDM Service Snapshot").

Little pockets of new Muslim communities mushroomed in these areas which were predominantly non-Muslim prior to the commencement of IDM's dawah activities. This has had a positive impact socially as well as Islamically, since Islam is taking root amongst the indigenous African communities which comprise about 80% of South Africa's population.

Collaboration and Synergy

IDM has repeatedly experienced the power of synergy. In this regard, over the years, IDM has collaborated with scores of organisations, locally and abroad, in joint ventures, and as a united team. This synergy strategy has proven to be a win–win methodology. Allah (سبحانه وتعالى) says in the Quran ***"…. cooperate and help one another in acts of righteousness and piety…."(Quran 5:2)***

Needs Driven Approach

In its comprehensive range of activities, IDM has adopted a needs-driven approach. When communities needed or required Musjids, running water, Qurans and books, classroom blocks, Imaams and teachers for various disciplines, or skills to develop and uplift themselves, IDM endeavoured to make these available to the best of its capacity and financial status.

Social Responsibility

IDM believes it is incumbent upon every individual to contribute and give back to society, besides one's own personal growth and development. This creates a society that is caring, benevolent and altruistic.

Islam is an Ummah, where individuals care for one another, help one another, and support one another. The Prophet ﷺ said, ***"The similitude of believers with regard to mutual love, affection and fellow-feeling is that of one body; when any limb of it aches, the whole body aches" (Muslim).***

Why Dawah?

The injunction for each and every Muslim individual to be actively involved in the work of Islamic dawah, comes from none other than Allah (سبحانه وتعالى) when He says in the Quran ***" Who is better in speech than one who calls to Allah, works righteousness, and says, "I am of those who bow in Islam" (Quran 41:33).***

Allah (سبحانه وتعالى) further gives the methodology of dawah when He says in the Quran: ***"Invite to the Way of your Lord with wisdom and beautiful preaching; and argue with them in ways that are best and most gracious" (Quran 16:125).***

The role of the Musjjd
(Why has IDM concentrated in building scores of Musjids?)

The Sunnah of our beloved Prophet ﷺ was to establish a Musjid, which played the role of an Islamic Community Centre, immediately he settled in a place. He initiated this in Quba and again in Madinah. The Musjid became the focal point of the nascent Muslim Community. It became the hub and centre of the religious, educational and social life of the early Muslim community. A venue for congregational prayers, meetings, social events, and all kinds of gatherings. A venue to convene consultative councils, or any other commendable activity. A refuge for the poor, needy and orphans who required care. A place for prostrating in prayer and worshipping

God. The first Islamic school (Madrasah) was housed in the Prophet's Musjid in Madina.

The Musjid therefore has a multi-faceted role. It is the centre and fulcrum around which the life of a conscientious Muslim revolves and around which the life and growth of a conscientious Muslim Ummah evolves.

Women participated freely in all the social justice programmes taking place in the Prophet's Musjid. The Prophet ﷺ said: ***"Do not deprive women of their share of the Musjid when they seek permission from you".***

This was the welcoming and broader social role the Prophet ﷺ himself sought to engender for the Musjid.

Administration & Management

Selected individuals from amongst the board members and senior staff collectively manage and administer the day-to-day affairs as well as the long-term planning of IDM.

Legal Status

IDM is registered with the following South African Government Departments:

- The Department of Social Development of South Africa, as a Non-Profit Organisation. (NPO Number: 034-886-NPO)
- The Department of Justice of South Africa as a Trust. (IT Number: 4332/1991/PMB)
- The South African Revenue Services, for tax exemption status for IDM (Registration No: 18/11/3/4856)

- The South African Revenue Services, for Section 18A Certificate, to enable rebates for donors.

Conclusion

Islam has the potential to harmonise the total spectrum of man's life, and to liberate man from all forms of corruption and injustice. For over four decades, IDM has taken Islam to as many hearts and homes as possible. For over four decades, IDM has attempted to provide quality dawah and service excellence. IDM has achieved this through a comprehensive and integrated programme of Islamic dawah activities in Southern Africa.

IDM has now developed a strong foundation of experience, expertise, professionalism and excellence over the years, with the Qudrat of Allah (سبحانه وتعالى). Some of our strengths include, attempting to operate along first world standards; building capacities of people and communities; developing resilience to accommodate for expansion; and staying focused on The Path of the Quran and Sunnah.

This has enabled IDM to enjoy a high degree of confidence and credibility from the international and local community, Alhamdulillah.

IDM is currently in a favorable position to effectively enhance and accelerate the Islamisation process in the Southern African region, *Alhamdulillah, so that there may be Peace, Harmony, and Justice.*

And all praise belongs to Allah (سبحانه وتعالى) ***the Lord of the worlds.***

IDM ACTIVITIES AND ACHIEVEMENTS

* **All IDM ACTIVITIES TAKE PLACE IN THE TOWNSHIPS**
* **AMONGST PREVIOUSLY DISADVANTAGED COMMUNITIES**

1. Construction of Musjids in Southern Africa

To date IDM has constructed over 90 Musjids in the townships. The Musjids forms part of community Islamic Centre.

2. Quran translations

To date IDM has translated the Quran into 9 major official languages, namely: Afrikaans, Xhosa, Zulu, Sotho, Chichewa, Portuguese, Yao, Runyankore (Uganda) and Setswana.

3. Publications and free distribution of Mus'hafs (Qurans)

To date IDM has published and distributed free, over 160, 000 Mus'hafs (Qurans)

4. Education

Over 1400 students are studying in over 40 different centres located in the townships. These include about a thousand Madressa learners, and about 400 other learners for the other educational, vocational classes and capacity building classes. These include, amongst others, revert classes, adult classes, computers, sewing, beadwork, home-based gardening, home-care, Creche, Pre-School, Karate, Youth Halaqa, Beadwork and others.

5. Feeding

IDM feeds over 1000 student/leaners daily from amongst all those who attend IDM Madressa and other educational classes, primarily children.

6. Construction of Boreholes and Water Wells in Southern Africa

To date IDM has constructed over 250 Boreholes and Water Wells.

7. Islamic Books and Leaflets

IDM has prepared, published and printed, as well as distributed free of charge, thousands of books and leaflets on various aspects of Islam.

8. Distance Learning School (On-line via the internet) (DLS)

IDM has recently commenced (in 2020) a Distant Learning School (DLS), On-line via the internet. Currently, 20 du'aat participate with over 160 Madressa students in 15 centres.

9. Medical Clinics

IDM has established 3 medical clinics, which are fully functional.

10. Constructions

IDM has constructed a total of 418 constructions. (These include musjids, classroom blocks, clinics, Imaam's houses, water wells, and boreholes

11. Annual Projects, Programmes and Activities

These include, amongst others, Iftar Saa'im Programme, Udhiya (Qurbani) Programme, Winter Warm Project, Annual Examination and Jalsa, Auspicious Day Lecture Programmes, Youth Camps, and Train the Trainers Courses (TTC).

IDM Annual Projects/Programmes/Activities

* **All IDM ACTIVITIES TAKE PLACE IN THE TOWNSHIPS**
* **AMONGST PREVIOUSLY DISADVANTAGED COMMUNITIES**

1. Iftaar Saa'im Programme (feed the fasting programme)

IDM feeds tens of thousands of people annually for the Ramadaan Iftar-Saa'im Programme in over 40 township locations

2. Udhiya (Qurbani) Programme

IDM commemorates Eid-ul-Adha celebrations at over 40 township locations annually. Over 1000 people benefit annually.

3. Winter Warm Project

Over 2000 beneficiaries from several townships benefit from this programme. IDM provides clothing, blankets, food, and paraffin.

4. Annual Examination and Jalsa

All 40 IDM centres participate in the Annual Examinations; and many centres conduct Jalsas.

5. Auspicious day Lecture Programmes

These include: Maulud an Nabee, Muharram, Lailatul Qadr, Lailatul Miraj, and Lailatul Baraa at several of IDM Centres.

6. Quarterly Youth Camps

Annual Train the Trainers Course (TTC) (Workshops)

Contact Details

Head Office	: P.O. Box 48009, Qualbert, 4078, Durban, South Africa
Telephone	: +27 31 3046883
Email	: dawah@idmsa.org
Website	: www.idmsa.org
Social Media	: Instagram / Facebook / You Tube Username: idmsa

Banking Details

Name of Account	: Islamic Dawah Movement
Bank	: Standard Bank
Branch	: Chatsworth
Branch Code	: 044126
Account Number	: 052991180
Swift Code	: SBZA ZAJJ
Tax Certificates	: Section 18A Certificate Available
Online Banking	: www.idmsa.org